(2) Each person handling milk, must daily before the commencement of his or her activities put on clean and undamaged over-clothes and gumboots and wear them continuously while he or she is handling milk.

(3) No person who suffers from a communicable disease or who has an open sore or abscess on his arms, hands, head or neck must handle milk.

CHAPTER IV

TRANSPORT OF MILK

Duties of the driver of a vehicle

13. If milk is not already packed in its final retail packaging is loaded on a vehicle at a milking shed for transport to a further distribution point or processing point, the driver of such vehicle must-

(a) before any milk is loaded on such vehicle-

(i) carry out an alizarol test (68 percent alcohol) on a sample of the milk to be loaded, which sample must be taken by himself or herself or order the direct supervision, from the milk container from which such milk is to be loaded; and

(ii) take the temperature of the milk in the bulk form tank and, if the alizarol test is positive, or if the temperature of such milk in the bulk form tank exceeds 5oC, not accept such milk for transport.

(b) ensure that a milk tanker or milk container is so cleaned and disinfected as soon as all the milk has been unloaded to the effect that the bacteriological count on the surfaces coming into contact with milk does not exceed 10 bacteria per 100mm² of such surfaces after disinfections; and

(c) take a sample of milk at every milking shed where milk is loaded and mark such sample with a mark by which the milking shed concerned can be identified and keep that sample separate in a container or that the temperature of the sample does not exceed 5oC at its final destination.

GENERAL PROVISIONS

Exemption

14. (1) the Municipality may exempt in writing any person from compliance with some of these By-laws if in the opinion of the Municipality, such non-compliance neither does nor will create a nuisance.

(2) Such an exemption must be subject to the conditions valid for the period determined and stated in the said document by the Municipality.

Appeal

15. (1) Any person who is of the opinion that an injustice has been done to him or her by a decision of the Municipality made in terms of these By-laws may appeal to the Minister against such a decision.
- (2) Such an appeal must be lodged within 42 days by the delivery to the Municipality concerned, for submission to the Minister, of a notice in which the grounds for the appeal are stated clearly and concisely.
- (3) The Municipality must, within 14 days of receipt of the said notice, send a copy of-
- (a) the said notice;
 - (b) a written statement setting out its reasons for the decision being appealed against; and
 - (c) the report and recommendation of the inspector considered by the Municipality in making the decision being appealed against;
 - (d) to the Minister, and copies of the said statement and report to the appellant.
- (4) The appellant may, within 14 days of receipt of the copies of the said statement and report, submit to the Minister a representation.
- (5) The Minister must, upon receipt of the appellant's representation if the appellant submit a representation, consider the appeal subject to the submitted to him or her and he or she may confirm, change or substitute for the decision of the Municipality being appealed against another decision which in his or her opinion should have been made by the Municipality and order the Municipality to do what is necessary to carry out his or her decision.
- (6) The Director-General must in writing inform the appellant and the Municipality of the outcome of the appeal.
- (7) The commencement of the decision of the Municipality being appealed against, must be postponed from the date on which the notice referred to in subsection (2) is delivered to the date on which the appeal is withdrawn or is finalized by the Minister.

Penalties

16. Any person contravening or failing to comply with any provision of these By-laws is guilty of an offence and liable, on conviction, to a fine or in default of payment, to imprisonment for a period not exceeding six months, or to both such fine and such imprisonment.

Repeal of By-laws

17. The provisions of any By-laws relating to milking sheds and the transport of milk by the Municipality are repealed insofar as they relate to matters provided for in these By-laws.

Short title

18. These By-laws are called By-laws regulating Milking sheds and the Transport of Milk.




PROVINCE OF THE EASTERN CAPE
 IPHONDO LEMPUMA KOLONI
 PROVINSIE OOS-KAAP

**Provincial Gazette
 Igazethi Yephondo
 Provinsiale Koerant**


Vol. 16

BISHO/
 KING WILLIAM'S TOWN, 27 FEBRUARY 2009

No. 2042
 (Extraordinary)



We all have the power to prevent AIDS



**AIDS
 HELPLINE**

0800 012 322

DEPARTMENT OF HEALTH

Prevention is the cure

N.B. The Government Printing Works will not be held responsible for the quality of "Hard Copies" or "Electronic Files" submitted for publication purposes

**PART 3 OF 4
 ZULU**



CONTENTS • INHOUD

No.		Page No.	Gazette No.
IZAZISO ZAMAGUNYA ENGINGQI			
5	URHULUMENTE WASEKHAYA: UMTHETHO WEENKQUBO ZOOMASIPALA (NO. 32:2000): UMTHETHO KAMASIPALA NGOKUSETYENZISWA KOMHLABA	463	2042
6	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWAMAFIHLO/MANGCWABA NOKUQHOTSWA KWEMIZIMBA	475	2042
7	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWEZINDLU/IIFLATS EZIPHANTSI KOLAWULO LUKA-MASIPALA	503	2042
8	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KUMATHALA EENCWADI NEENKONZO ZOLWAZI	525	2042
9	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KWIIPAKI ZEENQWELO (CARAVAN PARKS)	539	2042
10	UMTHETHO KA-MASIPALA NGEZOTHUTHO	545	2042
11	UMTHETHO KA-MASIPALA NGEZOKUPAKWA KWEZITHUTHI	562	2042
12	UMTHETHO KA-MASIPALA NGEZITHUTHI ZIKAWONKE-WONKE NGOKWENDIDI ZAZO	575	2042
13	UMTHETHO KA-MASIPALA NGENE-OLI EZIVUTHA KAMSINYA NEZINYE IZINTO EZINOBUNGOZI XA ZIDIBENE NOMLILO	588	2042
14	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KWIZAKHIWO	637	2042
15	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KUMBANE	667	2042
16	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KUNGENELELO OLUNGEKHO MTHETHWENI KWIZAKHIWO OKANYE UMHLABA KA-MASIPALA	694	2042
17	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOTHUTHO LWENKUNKUMA NOGUTYULO LWELINDLE	704	2042
18	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KWINKONZO ZOLUNTU	721	2042
19	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWA MAQUA OKUQUBHA	731	2042
20	UMTHETHO KA-MASIPALA OLAWULA IINKONZO ZOKWALUKA IINWENELE, IINKONZO ZOBUHLE NEZITHAMBISI-MZIMBA	737	2042
21	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LOMHLABA OPHANGALELEYO	745	2042
22	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LOMHLABA WEENKONZO ZOPHAPHO	753	2042
23	UMTHETHO KA-MASIPALA NGENKONZO ZOMTHETHO KUMAGOSA KA-MASIPALA	762	2042
24	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOQINGQO-RHAFU KWIINKONZO ZIKA-MASIPALA	765	2042
25	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOHOYO LWABATHENGI BEENKONZO ZIKA-MASIPALA NOKULAWULWA KWEENKONZO ZENGENISO KWINGXOWA-MALI KA-MASIPALA	774	2042
26	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWAMATYALA ENTLAWULO	810	2042
27	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWENTENGISO YASESITALATWENI	818	2042
28	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KWIMFUNDO YASIMAHLA	830	2042
29	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWEENDAWO ZOLONWABO	839	2042
30	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KWINDLELA YOKUPHATHA UKUTYA	847	2042
31	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOLAWULO LWENZINJA	874	2042
32	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUGCINWA KWEZILWANYANA	890	2042
33	UMTHETHO KA-MASIPALA NGOKUPHATHELELE KWIINDAWO ZOKUSENGA NOTHUTHO LOBISI	930	2042

No. 5

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA
YOKUSETYENZISWA KOMHLABA**

UYILO LOKU-1

IMITHETHO KAMASIPALA YOKUSETYENZISWA KOMHLABA

Kwaziswa ukuba ngokuhambelana necandelo le-13 likaRhulumnte waseKhaya: UMthetho ka-2002 weeNdlela zokwenza zikaMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2002) iBhunga likaMasipala waseMbizana lazisa ngoMthetho kaMasipala wokuSetyenziswa koMhlaba njengoko kubekiwe apha ngezantsi;

ISALATHISO

Intshayelelo

- 1. Inkcazelo**
 - 2. Izicelo**
 - 3. Ngaphambi kokufaka isicelo**
 - 4. Iifomu zezicelo**
 - 5. Ukwamkelwa kwezicelo**
 - 6. Ukwaziswa kwezicelo**
 - 7. Isigqibo esenziwa ngu Masipala**
 - 8. Ukuvavanywa ngomlomo**
 - 9. Isaziso sovavanyo olucetywayo**
 - 10. Ukumelwa**
 - 11. Ukuqhutywa kovavanyo**
- Umdla kumcimbi oza kuvavanywa**
- Isithuba samaxesha**
- Indlela yokwazisa iBhunga**
- Ulwazi olongeziweyo**
- Emva kokunikezelwa**
- Isaziso**
- Ukubhangiswa**

Iinkcazelo

“**umntu ochaphazelekayo**” uthetha nabani na onamalungelo achaphazeleka ngokubalulekileyo nangokuchaseneyo sisigqibo esenziwe kusetyenziso lomhlaba olucetywayo;

“**umfaki-sicelo**” uthetha umnini/umnikazi weprophati okanye umntu ogunyaziswe ngumnini/umnikazi ukuba afake isicelo sokutshintsha amalungelo okusebenzisa loo prophati;

“**iBhunga**” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana kwaye, liquka naliphi na iBhunga, iKomiti, iBhungana okanye iKomiti yewadi esekwe nguMasipala njengoko kunokuba njalo, okanye igosa lakwaMasipala elinegunya lokuthatha isigqibo ngesicwangciso sokusetyenziswa komhlaba.

“**iintsuku**” kukubalwa kweentsuku ezichaphazelekayo, ubalo luquka usuku lokuqala nelokugqibela ngaphandle kokuba usuku olo lokugqibela lingomhla weholideyi kawonke-wonke.

“isicwangciso sokufaka isicelo sokusetyenziswa komhlaba” kuthetha ukwenziwa kwesicelo sotshintsho lwamalungelo okusetyenziswa komhlaba okanye inguqulelo kwizithintelo zokusetyenziswa komhlaba ngokwemiqathango yowiso-mthetho olulawula olo setyenziso noluku kodwa lube lungaphelelanga kulwahlulo ngokutsha lwemimandla,

“**uMphathi kaMasipala**” uthetha umntu owonyulwe phantsi kwecandelo lama-82 loMthetho ka-2000 weeNkqubo zakwaMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2000) kwaye kuquka naliphi na igosa lakwaMasipala eligunyaziswe nguMphathi kaMasipala ebethumele abantu phantsi kwale Mithetho kaMasipala.

“**uMasipala**” uthetha uMasipala waseMbizana osekwe ngokwemiqathango yecandelo le-12 loMthetho nomb. 118 ka-1998 wamaCandelo kaMasipala.

1. Ukusetyenziswa kweMithetho kaMasipala

(1) Ngokubhekisele kwicandelwana 2.2 apha ngezantsi, le Mithetho kaMasipala isetyenziswa kuzo zonke izicelo zezicwangciso zokusetyenziswa komhlaba ezingeniswe kuMphathi wakwaMasipala ukuba aziqwalasele kwaye kuthathwe nesigqibo nguMasipala phantsi kowiso-mthetho olulawulayo lokusetyenziswa komhlaba.

(2) Le Mithetho kaMasipala ayiyi kusebenza kwizicelo ezenziwe ngokwemiqathango yoMthetho ka-1995 Wokwenziwa lula koPhuculo (uMthetho nomb. 67 ka-1995)

2. Ngaphambi kokufaka isicelo

(1) Umfaki-sicelo phambi kokuba angenise isicelo sokusetyenziswa komhlaba kufuneka abuze kuMphathi wakwaMasipala ngomnxeba, ifeksi, i-imeyile okanye yena buqu ukukhangela umthetho, imigaqo yeenkqubo zemimmandla, imigaqo-nkqubo kunye nezikhokelo ezinokusetyenziswa kwisicelo.

(2) Ukuba nawaphi na amaphepha-mvume, izigunyaziso okanye izamkelo eziyimfuneko phantsi kwawo nawuphi na umthetho ongomnye kufuneka zifunyanwe phambi kokuba singeniswe isicelo okanye phambi kokuba kuthathwe isigqibo nguMasipala .

(2) Xa zikhona izicelo zamaphepha-mvume, izigunyaziso okanye izamkelo kufuneka kwaziswe ngaxeshanye nesicelo umfaki-sicelo afuna ukusifaka.

(4) Uhlobo lokwaziswa kunye nezinye iindlela zokuthatha inxaxheba eziza kufuneka zihambelane neemfezeko zomthetho, imithetho kaMasipala okanye imigaqo-nkqubo elawula uMasipala;

3. Imirhumo ehlawulelwa isicelo

UMphathi kaMasipala kufuneka abonelele umfaki-sicelo ngolwazi oluyimfuneko kwangethuba.

4. Ifomu yesicelo

(1) Umfaki-sicelo kufuneka aqinisekise ukuba isicelo-

(a) singeniswa ngefomu yesicelo esivunyiweyo nguMasipala;

(b) sikhathshwa ngumrhumo omiselweyo;

(c) ukuba sifakwe yiarhente yomfaki-sicelo sikhathshwa sisigunyaziso segqwetha esigunyazisa ukuba iarhente leyo immele umfaki-sicelo;

(d) Ukuba sifakwe egameni lenkampani sikhathshwa yimizuzu yesisombululo esithathwe yinkampani igunyazisa ukuba umntu makafake isicelo kwaye, xa kufanelekile inikezele ngegunya lokuchonga iarhente ukuba immele inkampani;

(e) Apho kuyimfuneko, sikunye nesiqinisekiso sobunini bepropathi leyo okanye isatifikethi sokuhambisa, esiqinisekisa ukuba ngenye indlela sibe sibonisa ukuba isicelo esicetywayo asiphikisani nezithintelo zesiqinisekiso sobunini propati, kungenjalo isicelo siquka isicelo sokususa imiqathango esisithintelo kwiimeko zobunini-propathi;

(f) Xa intatho nxaxheba yabantu iza kuhoywa ngumfaki-sicelo ingahoywa nguMasipala;

- (i) siquka uyilo lwesaziso kunye okanye noyilo lweleta eya kubantu okanye amaqela achaphazelekayo;
 - (ii) ukuba kuza kubanjwa iintlanganiso zikawonke-wonke uluhlu lomhla neendawo eziza kungenela kuzo iintlanganiso kunye noyilo loluhlu lwemibutho eza kumenywa;
- (g) sibe noluhlu lwenombolo yepropathi(erf), ubungakanani bepropathi, imimandla ekhoyo kunye nokusetyenziswa okukhoyo okuquka nokuba olu setyenziso lungile na okanye alulunganga;
- (h) sikhathwa zezi dayagram kunye nezicwangciso ezinenkcaza egcweleyo ukwenzela ukuba nabaphi na abachasi okanye amaqela anomdla abhale izimvo zawo kwisicelo kwaye, uMasipala avavanye uhlobo olucetywayo lotshintsho kusetyenziso lomhlaba okanye utshintsho kwizithintelo zokusetyenziswa komhlaba.
- (i) sibe nenkuthazo eyaneleyo phantsi komthetho osetyenziswayo, imigaqo-nkqubo kunye nendlela ekucwangciswe ngayo utshintsho olucetywayo kusetyenziso lomhlaba okanye kwisithintelo sosetyenziso lomhlaba.
- (j) sibonise ukuba kukho nawaphi na amaphepha-mvume angamanye, izigunyaziso okanye izamkelo phantsi kwawo nawuphi na omnye umthetho ongekamiselwa;
- (k) indlela yokunxibelelana ekhethiweyo ngumfaki-sicelo kuquka ukuhanjiswa kwezichasi kwifomu ukuba umfaki-sicelo abhale izimvo kunye nengxelo yakhe kwisicelo.
- (2) Umfaki-sicelo kufuneka anike uMasipala ngenani elivakalayo leekopi zezicelo njengoko kumiselwe nguMphathi wakwaMasipala ukulungiselela ukuba abachasi banikwe iikopi zezicelo.

5. Ukwamkelwa kwezicelo

- (1) UMphathi wakwaMasipala kufuneka ahambise isicelo kwiintsuku ezintathu zokwamkelwa kwesicelo ukuze kubhalwe izimvo ngamasebe angaphakathi afanelekileyo akwaMasipala;
- (2) Amasebe angaphakathi kufuneka abonelele uMphathi wakwaMasipala ngokubhala izimvo zawo kwisithuba sexesha leentsuku ezili-14 esifumene isicelo;
- (3) UMphathi wakwaMasipala kwisithuba seentsuku ezi-5 ezifumene izimvo ekubhekiswa kuzo ku(2) apha ngasentla kufuneka azise umfaki-sicelo ngembalelwano ukuba-
- a. iinkcukacha ezongezelelweyo kunye nokhuthazo ziyafuneka;

b. kufuneka ezinye iinkcukacha, umhla wokungeniswa kwesicelo ngumhla wokungeniswa kwezinye iinkcukacha eziyimfuneko:

(4) La magatya angasentla awathinteli uMphathi wakwaMasipala ukuba afune enye into elulutho okanye ezinye iinkcukacha kulo naliphi na inqanaba ngexesha lokuvavanywa kwesicelo.

6. Ukwaziswa kwesicelo

(1) Ukuba isicelo sime ngendlela efanelekileyo, uMphathi wakwaMasipala kufuneka ngokubonisana nomfaki-sicelo amisele indlela yokwazisa ngesicelo. Ixesha lokuphelelwa kwesaziso kufuneka lingekho ngaphantsi kwesithuba sexesha leentsuku ezingama-21.

(2) Indlela yokwazisa ixhomekeke kwiimeko kunye nemigaqo-nkqubo yakwaMasipala yesaziso kunye nentatho nxaxheba yabantu.

(3) Ukuba umfaki-sicelo kufanele ukuba aziphathele, uMphathi wakwaMasipala kufuneka amkele umxholo wazo naziphi na izaziso okanye naziphi na iileta ezinokusetyenziswa.

(4) Umxholo wezaziso okanye iileta kufuneka ubuncinci wenze isingqinisiso kwinkcazelo yenombolo yepropathi (erf), idilesi ezinze kuyo, iinkcukacha zobume besicelo apho isicelo singahlolwa khona ukuvuleleleka kunye nexesha esinokuhlolwa ngalo;

(4) UMphathi kaMasipala unokufuna la maqela achaphazelekayo nabebhalelwa iileta ukuba asayine ikopi yesicwangciso okanye idayagram ebiboniswe kubo ibonisa ubume besicelo ukuba bayavumelana nesicelo;

(5) UMphathi kaMasipala kufuneka amisele amasebe kumaqumrhu kaRhulumente kaZwelonke kunye nowePhondo, maqumrhu lawo aza kwaziswa ngesicelo;

(6) Apho kufuneka kwaziswe amasebe kaZwelonke nawePhondo uMphathi kaMasipala kufuneka acele izimvo zala masebe kwisicelo zingaphelanga iintsuku ezingama-60 sifunyenwe isicelo;

(7) UMphathi kaMasipala kufuneka aqinisekise ukuba :

- (a) ikopi egcweleyo yesicelo ilungele ukuhlolwa ngabantu kwiiofisi zikaMasipala;
- (b) ngokokubona kwakhe, isicelo silungele ukuhlolwa kwezinye iindawo ezifikelelekayo kwabo bachaphazelekayo sisicelo;
- (c) uluhlu lwamaxabiso okufotostatha lubekwe kwindawo ebonakalayo apho sikhoyo isicelo esilungele ukuhlolwa;
- (d) enziwe amalungiselelo okucacisa isicelo kunye nokurekhoda izichaso zabachasi abangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala;

- (e) izaziso zokwazisa amaqela achaphazeleka kakhulu nangendlela egxekekileyo zibekwa kwindawo ebonakalayo sisicelo ukuze bakwazi ukuba bacele sivavanywe ngomlomo liBhunga;
- (f) iifomu zesicelo sovavanyo ngomlomo ngendlela efanayo nale ibekwe kwiSihlomelo A sele zikhona;

(8) Kanye ukuvalwa kwexesha lokuchasa uMphathi kaMasipala kwisithuba seentsuku ezili-10 kufuneka ahambise izichasi kumfaki-sicelo ukuba abhale izimvo zakhe mfaki-sicelo lowo oza kuthi angenise izimvo zakhe kuMasipala kwisithuba seentsuku ezingama-60 emva kokwaziswa ngendlela ebekwe kwicandelo 4.2.13 apha ngasentla. UMphathi kaMasipala unokulandisa eli xesha. Ukuba nje umfaki-sicelo uye wawasilela ukuhambelana namagatya eli candelwana, uya kuthathwa njengongakhange abe nazimvo.

7. Isigqibo esithathwe nguMasipala

(1) Kwiintsuku ezingama-60 zifunyenwe izimvo zomfaki-sicelo kwizichasi kwaye, ukuba zonke iimpembelelo zovavanyo ebezifuniwe zifakiwe nezimvo ezivela kumaqumrhu kaRhulumente kaZwelonke kunye nowePhondo zifumanekile, uMphathi kaMasipala ukuba kunokuthathwa isigqibo kwisicelo phantsi komthunywa ogunyazisiweyo kufuneka aqinisekise ukuba ukuthathwa kwesigqibo kwenziwe ngexesha elifanelekileyo;

(2) Ukuba umcimbi awuthunyelwanga amagosa, uMphathi kaMasipala kufuneka aqulunqe ingxelo kunye nesindululo;

- (a) athumele ikopi yengxelo esayiniweyo kunye nesindululo kumfaki-sicelo nakubachasi;
- (b) abhale ingxelo kwiajenda yeBhunga;

(3) Apho naliphi na iqela liye lafuna uvavanyo ngomlomo, phambi kokuba uMasipala athathe isigqibo uMphathi kaMasipala kufuneka alandele inkqubo ebekiweyo kwicandelo lesi-8 phambi kokubhala ingxelo kwiajenda yeBhunga.

8. Iimvavanyo ngomlomo

(1) Nabani na, nokuba ngumfaki-sicelo okanye umntu olungelo lakhe likhulu yaye lichaphazeleka ngendlela egxekekileyo sisicelo sokusetyenziswa komhlaba angalucela uvavanyo ngomlomo phambi kokuba iBhunga lithathe isigqibo.

(2) Kwimeko yomchasi apho eso sicelo sovavanyo sinokukhapha isichasi esichasa isicelo sokusetyenziswa komhlaba. Kwimeko yomfaki-sicelo isicelo sinokukhapha isicelo okanye izimvo kwisichasi.

(3) Akukho zimvavanyo ngomlomo ziya kuqwalaselwa apho isigqibo siza kuthathwa ngamagosa kaMasipala phantsi kwamagunya abawanikiweyo.

(4) Kanye emva kokuba ingxelo nezindululo zoMphathi kaMasipala zisayiniwe ingxelo nesicelo kuya kufuneka zibekwe phambi kweBhunga eliya kuthatha isigqibo sokunikezela okanye ukunganikezeli kwethuba lovavanyo ngomlomo phambi kokuba kuthathwe isigqibo.

(5) Ekumiseleni kokunikwa okanye ukunganikwa isicelo sovavanyo ngomlomo iBhunga linokujonga ubume besicelo, iqondo lokunxaxha kwesicelo kwimithetho esetyenziswayo, inani labantu abachaphazeleka kakhulu nangokugxekekileyo sisicelo, ubume benyaniso ekuphikiswana ngayo phakathi komfaki-sicelo nabachasi kunye nayo nayiphi na imeko apho kufuneka kwenziwe ubulungisa.

9. Isaziso sovavanyo olucetywayo

(1) Onke amaqela kufuneka aziswe ngovavanyo ngale ndlela bacele ukwaziswa ngayo ngoku bebecela uvavanyo ngomlomo kwifomu yesicelo, ubuncinci kwiintsuku ezisi-7 phambi kovavanyo. Kufuneka kubhalwe idilesi, ixesha kunye nomhla ochanekileyo kwisaziso malunga novavanyo oluza kubakho.

(2) Amaqela anikwe ithuba lokuvavanywa ngomlomo anokucela imvume yokufumana ifayile kuMphathi kaMasipala ngenjongo yokuzilungiselela uvavanyo, ukuba baye bakwenza oko ngesaziso esibhaliweyo basinike uMphathi wakwaMasipala, ukuba baye bakwenza oko kwiintsuku ezintathu ngapambi kokuba bakwenze oko.

10. Ukumelwa

Onke amaqela ngemvume yeBhunga angamelwa ngokufanelekileyo kuvavanyo.

Ukuqhlutywa kweemvavanyo

11. Umdla kumcimbi ophethweyo

Amalungu eBhunga anomdla othe ngqo nongathanga ngqo ekufakeni isicelo phambi kweBhunga kufuneka akwenze oko ngokuhambelana noMgaqo wokuziphatha njengoko uchaziwe kuRhulumente kaMasipala: UMthetho nomb.32 ka-2000 weeNkqubo zikaMasipala.

12. Isithuba sexesha

(1) Umfaki-sicelo unemizuzu eli-15 yokuchaza ngomcimbi wakhe kunye nexesha elifanelekileyo lokuphendula imibuzo yamanye amaqela ukuba nguye owubeke umcimbi wakhe kuqala kwiBhunga.

- (2) Abachasi banemizuzu eli-15 yokuchaza umcimbi wabo kunye nexesha elifanelekileyo lokuphendula imibuzo yamanye amaqela ukuba ngabo ababeke kuqala umcimbi wabo kwiBhunga.
- (3) Apho kukho abachasi abaliqela, abachasi kufuneka bachelwe ukuba bonyule umntu oza kuba sisithethi sabo ukuba athethe egameni labo.
- (4) Ukuba abakwazi ukuba bangonyula isithethi njengoko kuyimfuneko kwicandelwana elingasentla umchasi ngamnye kufuneka anikwe ixesha lokubeka umcimbi wakhe kwiBhunga.
- (5) Isithethi sinokumcela umchasi othethayo ukuba adlulele kumba olandelayo ukuba inti athetha ngayo sele ithethiwe ngumntu obengaphambili kwakhe okanye ukuba umchasi uphindaphinda into enye okanye uyaphuma emxholweni.
- (6) Isithethi xa imeko zomcimbi zikulungele ukuba kungenziwa njalo unokulivumela ulwandiso lwexesha kulo naliphi na iqela.

13. Indlela yokwenza intetho kwiBhunga

- (1) Iqela elo lizindululo ezikwingxelo yoMphathi kaMasipala zingahambelaniyo nalo lenza intetho kuqala kwiBhunga kuqala. Nje ukuba bagqibe iqela lokuqala linikwa ithuba lokuphendula kwaye, kufuneka lithi gqabagqaba kwaye kufuneka lijongane nale miba mitsha iphakanyisiweyo.
- (2) Amaqela kufuneka ngawo onke amaxesha aqwalasele imiyalelo kwaye ahambelane neenkqubo ezibekwe liBhunga.
- (3) Akukho kubuzwa mibuzo kuya kuvumeleka kulo nakweliphi na iqela.
- (4) Emva kwentetho nganye amalungu eBhunga anokubuza imibuzo yengcaciso kulo nakweliphi na iqela okanye igosa.

14. Ulwazi olongezelekileyo

- (1) Ukuba amaqela aye anqwenela ukunikezela ngeefoto, izicwangciso okanye amanqaku abhaliweyo ukucacisa incam yale nto bathetha ngayo kufuneka kwenziwe iikopi ezaneleyo kunikwe onke amalungu eBhunga kunye nabanye abantu abangaba bakhona.
- (2) Izinto zemiba emitsha kwisicelo zinokuphakanyiswa okokuqala kuvavanyo xa isithethi sikhethe ngolo hlobo. Isithethi xa sibona kufanelekile kufuneka siyithathele ingqalelo into yokuba ngaba kulungile na ngokwezo meko ukuba kuvunyelwe ukumanyelwa kwezinto ezintsha.
- (3) Isithethi xa sithatha isigqibo kufuneka siqwalasele ukuba kungalinika na elinye iqela ithuba lokuvavanya nokuxoxa ezi nkukacha zintsha. Ukuba iinkukacha ezintsha eziphakanyisiweyo zintsokothile kwaye zicacisiwe isithethi sinokuwimisela

omnye umhla uvavanyo lwalo mcimbi ngenjongo zokulungiselela elinye iqela ukuba libe nexesha elaneleyo lokuziqwalasela ezo nkukacha.

16. Emva kokwenziwa kwentetho

- (1) Kanye emva kokuba uvavanyo lugqityiwe akukho zinkcazelo zintetho zimbi ziya kuvunyelwa.
- (2) IBhunga lenza ingxoxo nawo onke amaqela akhoyo ngaphandle kokuba baye baqwalasela iimeko babona ukuba kufanelekile ukuba ivalwe iseshini.
- (4) IBhunga linokuza nesigqibo kwiseshini okanye ngomnye umhla.
- (5) Ukuba iBhunga liye leza nesigqibo ngexesha leseshini, iSithethi kufuneka sixelele onke amaqela ngesigqibo esithathwe liBhunga kunye nezizathu zeso sigqibo.
- (6) Amaqela kufuneka acetyiswe ngalo naliphi na ilungelo lokubhena anganalo kwaye, isaziso esibhaliweyo seso sigqibo siya kulandeliswa.
- (7) Ukuba iBhunga liye lamkela ingxelo yoMphathi kaMasipala izizathu ziqulathwe kwingxelo. Naziphi na ezinye izizathu ezongeziweyo liBhunga kufuneka zenziwe zicace kweli nqanaba. Ukuba iBhunga aliyamkeli ingxelo uMphathi kaMasipala iBhunga kufuneka lichaze izizathu zokuba kuthathwe eso sigqibo.

17. Isaziso

(1) UMphathi kaMasipala kufuneka anike umfaki-sicelo, abachasi kunye nabo bonke abangenise iinkcazelo ezibhaliweyo isaziso esibhaliweyo sesigqibo seBhunga kunye nezizathu zeso sigqibo kwiintsuku ezingama-60 senziwe.

(2) Apho abachasi bangenise uxwebhu lwezicelo, kumntu onoxanduva lwesicelo eso uya kuthathwa anjengowazise wonke ubani osayinileyo kwisicelo eso.

(3) Isaziso kufuneka sibalule :

- (a) Xa isigqibo sele sithathiwe okanye xa isindululo senziwe okanye singenziwanga kwelinye iqumrhu likaRhulumente;
- (b) Kwiimeko apho isigqibo esasithathwe phantsi komthunywa ogunyazisiweyo, iinkcukacha zelungelo langaphakathi lokubhena elichaziweyo ngokwemiqathango yecandelo lama-62 loMthetho nomb.32 ka-2000 weNkqubo zikaRhulumente kaMasipala waseKhaya, kunye nesithuba sexesha kuquka nneenkqubo eziza kulandelwa ukuqhuba eli lungelo lokubhena;
- (c) Xa likhona ilungelo lokubhena kwiqumrhu langaphandle okanye kwelinye iqumrhu likaRhulumente likwanika iinkcukacha zexesha kunye neenkqubo eziza kulandelwa ukuqhuba eli lungelo lokubhena.

- (d) Apho kuthathwe isigqibo, amaqela mawaziswe ukuba isigqibo sinqunyanyisiwe de kufike ixesha lokuba isibheno sangaphakathi okanye esangaphandle siphela.
- (e) Izibheno zangaphakathi ngakwisigqibo esithathwe ngamagosa phantsi komthunywa ogunyazisiweyo kuya kujongwana nazo ngokwemiqathango yeNkqubo yeMithetho kaMasipala.
- (f) Isaziso sinokuthunyelwa ngeposi ekhuselweyo okanye ngefeksi.

17. Amatyala nezohlwayo

Umntu othe-

- (a) wasilela okanye wala ukunika igosa olo lwazi linokubona kufanelekile ukuba lulufunmane ngenjongo yokwenza amagunya okanye imisebenzi yalo phantsi kwale Mithetho yakwaMasipala okanye othe wanika igosa ulwazi olungeyonyani okanye olukhohlisayo elwazi ukuba aluyonyani okanye luyinkohliso.
- (b) waphazamisana okanye wasilela ukuhambelana negatya lale Mithetho kaMasipala; okanye
- (c) wasilela ukuhambelana nemiqathango yesaziso asikhutshelweyo okanye ngokwemigqaliselo yale Mithetho;

ufunyanwa enetyala kwaye kufanelekile ngokomthetho ukuba agwetyelwe isohlwayo okanye ukuya entolongweni kangangesithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintandathu okanye agwetywe zombini, isohlwayo nokuya entolongweni.

18. Ukubhangiswa kwemithetho kaMasipala

- (1) Iyabhangiswa ayiphi na iMithetho kaMasipala esetyenziswa kwiqumrhu lomthetho kaMasipala enxulumene nezinto ezikule Mithetho apho ithe yakhabana namagatya ale Mithetho kaMasipala.
- (2) Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala esele ikho iqala ukusebenza ngomhla wokwaziswa kwale Mithetho kaMasipala.

14. Isihloko esifutshane nokusungulwa kwayo

- (1) Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yezeMali kwaye iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye ngemihla emiselwe liBhunga likaMasipala kwaye, iya kupapashwa *kwiGazethi yePhondo*.

(3) UMasipala angabeka imihla eyahlukeneyo yokusebenza kwale Mithetho kaMasipala kwindawo ngeendawo.

Inkqubo yeMithetho kaMasipala yokuFaka iSicelo sokuSetyenziswa koMhlaba

IGAMA

UMBUTHO OMELWEYO (UKUBA UKHO)

IDILESI

INOMBOLO YOMNXEBA (YASEMINI)

(Le nombolo ifunelwa ukukuxelela ngomhla wodliwano-ndlebe)

INOMBOLO YEFEKSI

(le nombolo ifunelwa ukuthumela ulwazi oluyimfuneko ngokukhawuleza)

UKUBA AWUNAYO INOMBOLO YEFEKSI NCEDA UCHAZE UKUBA

UNGAKWAZI NA UKUYOKULANDA ULWAZI ELIFUNA

UKUKUXHOBISA NGALO IBHUNGA

ENYE INDLELA EKUNOKUGQITHISWA NGAYO ISAZISO

ISIZATHU SOKUCELA UVAVANYO NGOMLOMO

QAPHELA

Uza kwaziswa ukuba ngaba ulinikiwe na ithuba lokuvavanywa ngomlomo, imvavanyo ngomlomo zeBhunga zihlala zibanjelwa kwi.....e.....

Uya kwaziswa ngexesha lovavanyo. Nceda uqaphele ukuba uvavanyo lunokungaqali ngexesha olinikiweyo kuba ezinye imvavanyo ziqala emva kwexesha. Ukufika kwakho kwindawo yovavanyo, nceda unike iinkcukacha kuNobhala weKomiti ukuze abhale phantsi ukuba sele ufikile. Ukuba ufuna itoliki nceda wazise uNobhala weBhunga kwiintsuku ezili-15 zokusebenza ubuncinci, phambi komhla wovavanyo.

Ukuba ungumququzeleli wepetishini unoxanduva lokwazisa abantu abasayinele isicelo sepetishini malunga novavanyo. Ikwaxanduva lwakho ukufumana isithethi esiza kuthetha egameni labantu abasayine ipetishini yesicelo.

Ukuba baninzi abachasi, iBhunga liya kukucela ukuba ukhethhe isithethi. Kuba njalo ngakumbi xa izichasi zithetha ngomba ofanayo. Uyacelwa ukuba uzame ukuthetha nabanye abachasi ngaphambi kovavanyo ukuba bonyule umntu oza kuthetha egameni labo.

Ukuba amalungelo akho ayachaphazeleka lolu fako-sicelo unelungelo lokucela ukubona ifayile kaMasipala malunga nolu fako-sicelo. Ukuba ifayile okanye kukho iinkcukacha ezithile ezingekhoyo kuyo xa ubujonga isicelo, nceda unike amagosa kaMasipala isaziso esibhalwe phantsi sesithuba seentsuku zokusebenza ezi-3 ubuncinci ubaxelela ukuba unqwenela ukubona ifayile. Ungazicela neekopi zazo naziphi na iinkcukacha ezikuloo fayile. Nceda usibhale esi sicelo ukuba siya ku (faka). Inombolo yeFeksi (faka). Ixabiso lephepha ngalinye lekopi lifakiwe.

No. 6

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YAMANGCWABA NEENDAWO
ZOKUTSHISA IZIDUMBU**

UYILO

UMphathi woMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 likaRhulumente waseKhaya; UMthetho ka-2000 weeNkqubo zakwaMasipala (uMteto omb.32 ka-2000), ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Africa ka-1996 (uMthetho nomb.108 ka-1996), wazisa ngeMithetho kaMasipala waseMbizana yamaNgcwaba kunye nokutshiswa kweziDumbu, eyamkelwe liBhunga likaMasipala.

Isalathiso

1. Iinkcazelo
2. Iimfuneko zokulahla umzimba
3. Isicelo sokungcwaba
4. Ukubekelwa umngxunya wokungcwaba
5. Ukumiswa okanye ukurhoxiswa komngcwabo
6. Inani lemizimba ebhokisini
7. Umngcwabo kunye nomngcwabo olandelayo
8. Amalungelo angasese
9. Ubungakanani bamangcwaba
10. Ukwandisa nokugrumba nzulu ingcwaba
11. Iibhokisi
12. Ukogqunywa kweebhokisi
13. Iingxowa zemizimba

Isahluko sesi-2

Iingcwabo

14. Iinkonzo zokholo okanye zesikhumbuzo
15. Ukulawulwa kweenqwelo ezilayisha izidumbu emangwabeni
16. Ukuhanjiswa kweebhokisi zokungcwaba kunye nemizimba
17. Imiyalelo emangwabeni
18. Ubude bexesha lenkonzo
19. Iiyure zesingcwabo

Isahluko sesi-3

Ukuvulwa kwakhona kwamangcwaba kunye nokukhutshwa kwesidumbu engcwabeni

20. Iimeko zokukhutshwa kwezidumbu emangcwabeni
21. Ukukhutshwa kwezidumbu emangcwabeni ze ziphinde zingcwatywe
22. Ukuvavanywa kokukhutshwa engcwabeni

Isahluko sesi-4**Ukukhathalelwa kwamangcwaba**

23. Ukusetyenzwa kwamangcwaba kunye nezinye izinto ezisemangcwabeni

Isahluko sesi-5**Icandelo lezikhumbuzo**

24. Ukwakhiwa kwelitye lesikhumbuzo
25. Ilitye lesikhumbuzo esikumgangatho ophantsi
26. Imibhalo kwelitye lesikhumbuzo
27. Ukudilizwa kwelitye lesikhumbuzo
28. Okulindelekileyo ngokuthe gabalala ngelitye lesikhumbuzo
29. Okulindelekileyo ngelitye lesikhumbuzo kwicandelo lesikhumbuzo

Isahluko sesi-6**Ukutshiswa kwezidumbu**

30. Isicelo sokutshiswa komzaimba

31. Amaxesha okutshiswa komzimba
32. Ukunikezela ngezitya zokugalela uthuthu
33. Ukuqokelelwa kothuthu kunye nokulahlwa kwalo
34. Ukungcwatywa nokonjiwa kothuthu emangcwabeni
35. Ukusetyenziswa kwamagolokonxa kunye neendawo zokuncamathisela kwisikhumbuzo
36. Ilitye lesikhumbuzo kwindawo yokutshiswa kwezidumbu
37. Izatifikethi zokhutshiswa kwezidumbu eziphindwe kabini

Isahluko sesi-7

Iindwayi namahlwempu

38. Imingcwabo yeendwayi namahlwempu

Isahluko sesi-8

Ngokubanzi

39. Izenzo ezingavumelekanga
40. Igatya lesohlwayo
41. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala
42. Isihloko esifutshane kunye nokusungulwa

Iinkcazelo

1. Kule Mithetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“umntu omdala” uthetha umntu obhubhileyo ongaphezulu kweminyaka eli-12 kunye nawuphi na umntu obhubhileyo nobhokisi yakhe ingenako ukubekwa kumngxuma ongumlinganiselo ozimitha ezili-1.40 ubude kunye nemilimitha ezingama-400 ububanzi;

“imali ehlawulwa emva kwexesha lomsebenzi” ithetha imali eninzi nengaphezulu kwemali emiselweyo yokungcwaba okanye eyokutshisa umzimba ngaphandle kweeyure zokusebenza emangcwabeni kusuku lweveki oluqhelekileyo ngaphandle kwemeko apho isingcwabo okanye utshiso oluthi ngenxa yenkolo yonqulo lwenziwe emveni kwezo yure okanye kwimeko apho abazili bathembisa ukulivala ingcwaba.

“isifundo solwazi ngamalungu omzimba” luthetha umzimba oziswe esigunyazisiweyo solwazi ngamalungu omzimba ngokwemiqathango yoMthetho ka-1983 weNyama ethile yoMzimba womMntu, (uMthetho nomb.65 ka-1983);

“uthuthu” luthetha iintsalela zothuthu lomzimba otshisiweyo;

“ibhem” ithetha indawo eyenziwe ngekhonkrithi apho kumiswa khona ilitye lesikhumbuzo;

“icandelo lebhem” lithetha icandelo emangcwabeni elibekwe bucala ngumasipala apho kumiswa khona ilitye lesikhumbuzo kwibhem;

“uMthetho wokuBhaliswa kwabaZalwayo nabaSwelekayo” uthetha uMthetho ka-1992 woBhaliso lwabaZalwayo nabaSwelekayo, (uMthetho nomb. 51 ka-1992);

“isidumbu” sithetha umzimba womntu oswelekileyo kuquka nesidumbu somntwana ozelwe sele eswelekile;

“umyalelo wokungcwaba” uthetha umyalelo okhutshwe ngokwemiqathango yoMthetho woBhaliso lwabaZalwayo nabaSwelekayo;

“umngcwabo” uthetha umngcwabo okanye nakuphi na ukuqhushekwa emhlabeni okanye nayiphi na indlela yokungcwaba ekuquka nesakhiwo esilingcwaba kunye nesikhumbuzo kunye nayiphi na indlela yokulahla umzimba;

“indawo yokungcwabela” ithetha nawuphi na umhlaba okanye inxalenye yawo kugunyaziwe wasekhaya obekelwe bucala nguMasipala okanye evunye nguMasipala njengendawo yokungcwaba;

“umntwana” uthetha umntu oswelekiyo ongaphantsi kweminyaka eli-12 nobhokisi yakhe ingenakudlula kumlinganiselo wabantwana ekubhekiswa kuwo kwicandelo le-10;

“ikholumbariyam” ithetha indawo ebekwe bucala kwisiseko sendawo yokutshisa imizimba okanye indawo yenkonzo engamagolokongxo yokubeka izitya ezinothuthu olugciniweyo;

“ukukhutshwa kwesidumbu engwabeni” kuthetha ukususwa kwesidumbu kwingcwaba ebesikulo ;

“ingcwaba” lithetha nasiphi na isiqwengana somhlaba esigrunjelwe ukungcwaba umzimba emangcwabeni kuquka izinto ezikwintloko yengcwaba okanye nasiphi na isibonisi sendawo enjalo kunye nasiphi na isakhiwo esisesinye esikuloo ndawo okanye esayanyaniswa nayo.

“ingcwaba lembambano” lithetha ingcwaba lomntu osweleke ekhusela ilizwe;

“igorha” lithetha umntu owenza izinto zobugorha esenzela ilizwe yaye unikwe newonga lobugorha nguMasipala.

“intendelezo yamangcwaba amagorha” ithetha ummandla womhlaba obekwe bucala ulungiselelwe ukungcwaba amagorha.

“ihlwempu” lithetha umntu osweleke eludwayi kwiimeko zobuhlwempu okanye akukho sizalwane okanye omnye umntu ongomnye, umbutho wentlalo-ntle okanye uMbutho oNgekho phantsi kukaRhulumente ungafunyanwa ukuba uhlawule iindleko zokungcwaba okanyezokutshiswa kwalo mntu uswelekileyo kwaye ‘udwayi’ luthetha intsingiselo efanayo nale yehlwempu;

“ukuncedwa kwehlwempu” kuthetha uncedo olufunyenweyo lokungcwaba okanye ukutshiswa komzimba walo;

“igosa lonyango lezempilo” lithetha igosa elonyulwe nguMasipala okanye nabani na osebenza njengegosa lonyango lezempilo;

“icandelo lezikhumbuzo” lithetha icandelo elibekwe bucala emangcwabeni lokumisa izikhumbuzo;

“ilitye lesikhumbuzo” uthetha nawuphi na umsebenzi wentloko yelitye lesikhumbuzo okanye nawuphi na umsebenzi eyeleleneyo okanye ukwandiswa okucetywayo ekujongwe ukuba umiswe kuyo nayiphi indawo yamangcwaba khunjulwe umfi/umfikazi kuquka umqokumbelo owahlula ingcwaba kunye nesixwemba selitye eligqume ingcwaba;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“ummandla kaMasipala” uthetha ummandla ophantsi kolawulo likaMasipala;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana njengoko kukhankanyiwe kwiCandelo lama-69, ufundwa necandelo lama-81 (2) loMthetho ka-2000 weeNkqubo zikaMasipala woRhulumente baseKhaya, (uMthetho nomb.32 ka-2000);

“iiyure zokusebenza” zithetha ukuqala ngoMvulo ukuya kuma ngolwesiHlanu, ngentsimbi yesi-07h00-16h00 ngaphandle komgqibelo, icawa kunye neentsuku zeeholide zikaWonke-wonke;

“uMlawuli: weeNkonzo zeNtlalo-ntle” uthetha umntu ogunyaziswe nguMasipala ukuba alawule nawaphi na amangcwaba;

“okumiselweyo” kuthetha okumiselwe nguMasipala;

“intlawulo emiselweyo” ithetha intlawulo emiselwe nguMasipala ngesindululo ngokwemiqathango yecandelo 10G(7)(a)(ii) loMthetho ka-1993 woRhulumente woMasipala weNguquko waseKhaya, (uMthetho nomb. 209 ka-1993) okanye naluphi na uwiso-mthetho olulolunye olukhoyo;

“umgingqi-matyey” uthetha umntu oqingqa amatye oneshishini lokuqingqa amatye;

“ingcwaba” lithetha ingcwaba elingaphezulu kwegumbi lengcwaba;

“iXhoba leMbambano” lithetha ixhoba elicaciswe kwicandelo loku-1 loMthetho ka-1999 weMithombo yeSizwe yezaMafa, (uMthetho nomb.25 ka-1999)

ISAHLUKO SOKU-1

UKUL AHLWA KOMZIMBA

OKULINDELEKILEYO KULAHLO LOMZIMBA

2. Umntu kufuneka awungcwabe okanye awutshisele emangcwabeni kuphela umzimba-
 - (a) ngemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle; kwaye
 - (b) emva kokubeka umhla kunye nexesha lalo mngcwabo nalo Mphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.

UKUFAKA ISICELO SOKUNGCWABA

3. (1) (a) Umntu oceba ukungcwaba umzimba kufuneka angenise ngokufanelekileyo ifomu egcwaliswe ngokupheleleyo yesicelo kuMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle ukuba asamkele.

- (b) Isizalwane somfi/umfikazi okanye omnye umntu ongomnye ogunyaziswe sisizalwane somfi/womfikazi ukuba sityikitye eso sicelo;
- (c) Nangon ngokwamagatya omhlathi (b) uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle, ukuba uyaneliseka ukuba utyikityo lwesizalwane alunakufumaneka ngethuba, amkele isicelo somntu onomdla.
- (d) Umfaki-sicelo kufuneka-
 - (i) angenise isicelo ubuncinci kwiintsuku ezintathu zokusebenza phambi komngcwabo;
 - (ii) abonise ukuba ngaba isicelo siyakubonakalisa na okanye asikubonakalisi ukungcwatywa kokuqala, okwesibini okanye okwesithathu malunga nengcwaba elithile; kwaye
 - (iii) Achaze umhla nexesha lalo mngcwabo.
- (2) UMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kufuneka asamkele isicelo ukuba –
 - (a) sikhathswa luqobo lomyalelo ngokwemiqathango yoMthetho yokuBhaliswa k wabaZalwayo nabaSwelekayo;
 - (b) ihlawulwe imali emiselweyo; kwaye
 - (c) isicelo singenisiwe ngokwemiqathango yecandelwana loku-1.
- (3) UMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle xa kufanelekile kufuneka athathele ingqalelo amasiko omfi/umfikazi kunye nabantu abanoxanduva lokumngcwaba.

UKUBEKELWA INGCWABA

- 4. (1) Isicelo sokubekelwa ingcwaba kufuneka senziwe kuMphathi weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (2) Umlingane womfi/umfikazi ophilayo angafaka isicelo sokubekelwa umngxunya kufuphi nomngxunya weqabane lakhe.
- (3) UMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kufuneka anike umfaki-sicelo elinye ingcwaba kulo mangcwaba ukuba omnye umntu ongomnye ongengomfaki-sicelo uye waphazama wasebenzisa elo ngcwaba belibekiwe; kwaye
- (4) Ingcwaba liya kubekwa kuphela ukuba kuhlawulwe intlawulo emiselweyo.

UKUMISWA OKANYE UKURHOXISWA KOMNGCWABO

- 5. (1) Umfaki-sicelo kufuneka anike uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle isaziso sokumiswa okanye ukurhoxiswa komngcwabo kwifomu yesicelo esigcwaliswe ngokufanelekileyo Mphathi lowo ekufuneka amkele isicelo ubuncinci kusuku olunye phambi komngcwabo.
- (2) Kwimeko yokurhoxiswa komngcwabo-

- (a) Ayiyi kubuyiselwa kumfaki-sicelo intlawulo yeendleko ebesele zenziwe zetyala lokuvula umngxunya osele ukhona; kwaye
- (b) uMasipala uya kumbuyisela intlawulo umfaki-sicelo xa kugrinjwe umngxunya omtsha.

INANI LEMIZIMBA EBHOKISINI

- 6. (1) Mnye kuphela umzimba ongafakwa kwibhokisi yokungcwaba okanye yokutshiswa komzimba.
- (2) Ukungcwatywa kwemizimba engaphezulu kwisinye kwibhokisi enye kuvunyelwa xa bekwenziwe isicelo sokwenza oko kwaye samkelwa nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kwaye, nentlawulo emiselweyo ihlawuliwe;
- (3) Eso sicelo singenziwa ngokubhekisele-
 - (a) kumalungu osapho asweleke ngexesha elinye okanye elinye lisweleke phambi komngcwabo welinye ilungu;
 - (b) kumama nomntwana abasweleke ngexesha lokuzalwa komntwana;
 - (c) (i) kubantu ababini abahlala kunye njengabalingane; okanye (ii) kubantu ababini abaswelekileyo babe bengazalani, (iii) abazizalwane zabo zingenampikiso, okanye
 - (d) lintsalela zalowo kwenziwe uvavanyo ngamalungu omzimba,
 - (e) zihlale zinolwazi lwamalungu omzimba.

UMNGCWABO KUNYE NEMNGCWABO ELANDELAYO

- 7. (1) Umngcwabo kufuneka wenziwe kuphela kwingcwaba elinikezelwe nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (2) (a) Ngokubhekisele kumhlathi (b) ayiyi kuvunyelwa imingcwabo engaphezulu kwemibini kumngxunya omnye;
 - (b) Umngcwabo wesithathu ungavunyelwa kuphela xa-
 - (i) Isicelo senziwe kuMphathi: weenkonzo zeNtlalo-ntle kunye nemvume ebhaliweyo enikezelweyo;
 - (ii) ingcwaba lenziwe nzulu; kwaye
 - (iii) nentlawulo emiselweyo ihlawuliwe
- (c) Umntu onikwe imvume nokuba yeyomngcwabo wesibini okanye wesithathu kufuneka-
 - (i) anike ubuncinci isaziso seentsuku ezimbini; kwaye

- (ii) ngeendleko zakhe asuse kwaye, emva komngcwabo abuyisele yonke imisebenzi yesikhumbuzo kweloo ngcwaba.

AMALUNGELO ANGASESE

8. (1) Umnini/umnikazi wamalungelo aquka-
- (a) umntu othenge ingcwaba okanye ofumene ingcwaba njengesipho esivela kumthengi nogama lakhe elikwirejista kaMasipala;
 - (b) umntu ohlawule irhafu malunga nomngcwabo wokuqala engcwabeni;
 - (c) umntu onamalungelo akhe abucala engcwabeni atshintshiweyo;
 - (d) umntu ofumene amalungelo abucala njengelifa.
- (2) Amalungelo abucala engcwaba ayatshintshelwa komnye umntu kodwa, olo tshintsho luya kuqala ukusebenza xa sele ebhalisiwe nguMasipala.
- (3) Xa kukho ukuphikisana malunga nomnini/umnikazi wamalungelo abucala, ukuphikisana kufuneka kusiwe kuMphathi: weeNkonzo zentlalo-ntle ukuze enze ummiselo.

UBUNGAKANANI BAMANGCWABA

9. (1) Iziza zamangcwaba abantu abadala
- (a) ingcwaba elilodwa
 - (i) Ubungakanani besiza- 2500 x 1500mm;
 - (ii) Ubungakanani bomhombiso (ngaphandle komlinganiselo)-2 500 x 1500mm; buze
 - (iii) Ububanzi bomqokumbelo - 150 mm.
 - (b) Isiza sengcwaba eliphindwe kabini
kuphindwa kabini ubungakanani bengcwaba elinye
 - (c) Ingcwaba losapho
Ukuphinda-phindwa kwengcwaba elinye.
- (2) Imilinganiselo yangaphambili kufuneka isetyenziswe kwiziza zamangcwaba abonelelwe ngemiqokumbelo. Apho ungekhoyo, ububanzi besiza sengcwaba kufuneka bulinganiselwe nge-30 mm.
- (3) Isiza yengcwaba labantwana-
- (a) Ubungakanani besiza- 1 500 x 1 000mm;
 - (b) Ubungakanani bomhombiso (ngaphandle komlinganiselo)-2 500 x 1500mm;

- (c) ububanzi bomqokumbelo - 150 mm.
- (4) Ukuvuleka kwamangcwaba abantu abadala-
 - (a) Ubude -2 210 mm;
 - (b) Ububanzi emagxeni – 750 mm;
 - (c) Ububanzi entloko – 500 mm;
 - (d) Ububanzi ezinyaweni – 450 mm;
 - (e) Ubunzulu obungekho ngaphantsi kwe- 1 830 mm;
- (5) Ukuvuleka kwamangcwaba abantwana-
 - (a) Ubude - 1 400 mm;
 - (b) Ububanzi emagxeni – 400 mm;
 - (c) Ububanzi entloko – 310 mm;
 - (d) Ububanzi ezinyaweni – 450 mm; buze
 - (e) Ubunzulu bungabikho ngaphantsi kwe- 1 500 mm;

Nabani na onqwenela ukuvuleka kwengcwaba okungaphezulu kwemilinganiselo yalo naliphi na ingcwaba kufuneka yena nesaziso sokungcwaba banike imilinganiselo yebhokisi kuquka nez. into ezifakelweyo.

UKWANDISA NOKUGRUMBA NZULU INGCWABA

10. (1) Umfaki-sicelo somngcwabo ngokunika ubuncinane isaziso seeyure ezingama-24 phambi kwesingcwabo angacela ukuba ingcwaba landiswe kwaye ligrunjwe nzulu.
- (2) Xa ibhokisi inkulu kakhulu kubukhulu bengcwaba lomntu omdala, elo ngcwaba liya kwandiswa ukuze lilingane loo bhokisi.
- (3) Xa ibhokisi yomntwana inkulu kakhulu kwingcwaba lomntwana ku funeka ingcwatywe kwingcwaba lomntu omdala, ekubeni kubhatalwe intlawulo emiselweyo.
- (4) Ingcwaba kwisicelo nasekubhatalweni kwentlawulo emiselweyo lingagrunjwa nzulu kulungiselelwe ukungcwatywa kwebhokisi yesithathu.

IIBHOKISI

11. (1) Iibhokisi zokungcwaba kufuneka zenziwe ngomthi wendalo okanye elenziwe ngesixhobo esonakalayo ngaphandle kwekhaskhethi yelotho nesinyithi.
- (2) Iibhokisi ekucetywa ukuba zisetyenziselwe ukutshiswa komzimba kufuneka zenziwe ikakhulu ngomthi okanye ngento evela emthini.

UKOGQUNYWA KWEEBHOKISI

12. (1) Ibhokisi nganye kufuneka yogqunywe ngomhlaba obuncinci buyi-300 mm kwangoko emva komngcwabo;
- (2) Kufuneka ubuncinci kubekho-
 - (a) i-1 2000 mm yomhlaba phakathi kwebhokisi yomntu omdala ongcwatyweyo kunye nomphandle womhlaba;
 - (b) i-900 mm yomhlaba kwimeko yebhokisi yomntwana.
- (3) Amagatya ecelandwana (2) awasebenzi kumngcwabo osengwabeni.

IINGXOWA ZEMIZIMBA

13. (1) Xa ibhokisi inomzimba ongaphezulu kwesinye umzimba ngamnye kufuneka Ube kwingxowa yomzimba eyahlukileyo.
- (2) Umzimba ocetywa ukungcwatywa emangcwabeni okanye ocetywa ukutshizwa kwindawo yokutshisa umzimba kufuneka utywinwe kwingxowa yomzimba engaphakathi ebhokisini ngaphandle kokuba oko kuyaphikisana nesithethe, isiko okanye iinkolo yalo mntu uswelekileyo okanye umfaki-sicelo.

ISAPHLUKO SESI-2**IMINGCWABO****IINKONZO ZENKOLO NEZEZIKHUMBUZO**

14. Umntu onqwenela ukuba nenkonzo yenkolo okanye eyesikhumbuzo emangcwabeni okanye kwindawo yokutshisa umzimba kufuneka afake isicelo sokwenza oko kuMphathi: Weenkonzo zeNtlalo-ntle kwaye, ahlawule nentlawulo emiselweyo.

**UKULAWULWA
EMANGCWABENI****KWEENQWELO****EZITHUTHA****IMIZIMBA**

15. Akukho mntu emangcwabeni uno-

- (a) kuqhuba inqwelo yokuthutha imizimba okanye unokubangela ukuba inqwelo yokuthutha imizimba iqhutywe ngaphandle kokuba iqhutywa kwindlela eyenzelwe oko;
- (b) kupakisha inqwelo yokuthutha imizimba endleleni emva kokuba ibhokisi isusiwe enqwelweni yokuthutha imizimba; okanye
- (c) unokupakisha inqwelo yokuthutha ngendlela ephazamisa ezinye izingcwabo eziqhubayo.

UKUHANJISWA KWEEBHOKISI ZOKUNGCWABA KUNYE NEMIZIMBA

- 16. (1) Umfaki-sicelo ngokwemiqathango yecandelo lesi-4 unoxanduva ngeendleko zakhe ukuba aqinisekise ukuba ibhokisi iyahanjiswa ukuyokungcwatywa emangcwabeni okanye kwindawo yokutshisa umzimba.
- (3) Akukho mntu nakwesiphi na isitalato, amangcwaba, indawo yokutshisa imizimba okanye kwindawo kawonke-wonke ekufuneka ahambise umzimba ngendlela engenantlonipho.

IMIYALELO EMANGCWABENI

- 17. (1) UMphathi : weeNkonzo zeNtlalo-ntle emangcwabeni unokunika imiyalelo ebhekisele-
 - (a) ekupakishweni kwezithuthi;
 - (b) kwindlela omawuhambe ngayo umngcelele womngcwabo; kunye
 - (c) nobude bexesha lenkonzo yomngcwabo.
- (2) Wonke umntu othatha inxaxheba kumngcelele womngcwabo emangcwabeni okanye ozimase inkonzo yokutshisa umzimba kufuneka ahambisane nayo yonke imiyalelo efanelekileyo yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.

UBUDE BEXESHA LENKONZO YOMNGCWABO

18. Akukho mntu kufuneka ahlale kwigumbi lenkonzo emangcwabeni ngenjongo yenkonzo yesingcwabo okanye yokutshiswa komzimba isithuba sexesha elingaphezulu kweyure ezimbini ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kunye nokuhlawulo kwentlawulo emiselweyo.

IYURE ZOMNGCWABO

19. (a) Umngcwabo kufuneka uqhubeke phakathi ko-06h00 no-18h00 kuphela.
- (b) UMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kwiimeko ezithile njengoko enokumisela kwaye, ekuhlawulweni kwentlawulo emiselweyo unokunika imvume yokungcwaba ngaphandle kwexesha elimiselweyo.
- (c) Ukuba umngcwabo uqhubeka ngaphandle kwexesha elimiselweyo umfaki-sicelo uya kuzisa izixhobo aze athathe uxanduva lokudibana ingcwaba.
- (d) Ukuba umfaki-sicelo ufuna ukuba uMasipala abonelele ngeenkonzo ezingaphandle kwexesha elimiselweyo, uMasipala unokunikezela ngezo nkonzo xa kuhlawulwe intlawulo emiselweyo yasemva kweeyure zoluhlu lwamaxabiso ngokubhekisele kwezo meko njengoko uMphathi weeNkonzo zeNtlalo-ntle enokumisela.

ISAHLUKO SESI-3**UKUYULWA KWAKHONA KWAMANGCWABA NOKUKHUTSHWA KWEZIDUMBU EMANGCWABENI****IIMEKO ZOKUKHUTSHWA KWEZIDUMBU EMANGCWABENI**

20. (1) Akukho mntu kufuneka akhuphe isidumbu emangcwabeni okanye enze ukuba kukhutshwe umzimba ngaphandle kwemvume ebhalwe phantsi-
- (a) yiNkulumbuso yePhondo leMpuma Koloni;
- (b) nguMasipala;
- (c) liSebe lezeMpilo lePhondo;
- (d) nguMlawuli wamaNgcwaba;
- (e) liGosa likaMasipala lezoNyango lezeMpilo; kunye
- (f) neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika.
- (4) Nanini na xa ukukhutshwa kwesidumbu emangcwabeni kuzokwenzeka uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kufuneka azise uKhomishina

wamaPolisa.

- (5) Ipolisa kufuneka lihlale likhona xa kukhutshwa isidumbu emangcwabeni.
- (6) Ukukhutshwa kwesidumbu makungenzeki xa amangcwaba avulelwe uwonke-wonke kwaye kufuneka kube phantsi kwemehlo loMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (7) Ukuba iintsalela ziza kukhutshwa kulo naliphi na ingcwaba ngumzi wokungcwaba kuphela phantsi kwemehlo loMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle ekufuneka lwenze ukuba ingcwaba ligrunjelwe oko kukhutshwa komzimba engcwabeni.
 - (a) Ukuba ingcwaba liza kugrunjwa kukhutshwe isidumbu uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kufuneka anike isaziso esibhaliweyo kwisithuba seeyure ezingama-48 phambi kwexesha lokukhutshwa kwesidumbu.
 - (b) Ugunyaziwe ekubhekiswa kuye ku(1)(d) kwaye nentlawulo emiselweyo kufuneka ikhapse eso saziso.
- (8) Umntu onqwenela ukukhupha iintsalela zehlwempu engcwabeni kufuneka ahlawule iindleko ezenziwe nguMasipala ngexesha lomngcwabo kuMlawuli wamaNgcwaba.
- (9) Umntu oqhuba ukukhutshwa kwesidumbu engcwabeni kufuneka aqinisekise ukuba umzimba kunye nengcwaba zibulewe ngokufanelekileyo iintsholongwane kwaye zikwaqholwe ngokufanelekileyo.
- (10) Amapolisa kufuneka-
 - (a) xa kukho ubungqina bomngcwabo ongekho mthethweni bokungcwaba awukhuphe ngokukhawuleza umzimba engcwabeni kwaye;
 - (b) bawuthathe bawuse kumzi kaRhulumente wokugcina izidumbu, kwenziwe uphando.
- (11) Ingcwaba lexhoba lengxwaba-ngxwaba kunye nengcwaba elibudala bungaphezulu kweminyaka engama-60 kufuneka isidumbu sikhutshwe engcwabeni ngemvume yeArhenteyoMthombo woLwazi wezaMafa oMzantsi Afrika.
- (12) Izidumbu ezikwingcwaba loMlo wamaThanga kufuneka zikhutshwe ngokwecandelo lesi-3 loMthetho ka-1992 wamaNgcwaba oMlo wamaThanga, (uMthetho nomb.8 ka-1992).

UKUKHUTSHWA KWEZIDUMBU EMANGCWABENI NOKUNGCWATYWA KWAZO KWAKHONA

21. (1) UMasipala unokwenza ukuba umzimba ukhutshwe engcwabeni kwaye

uphinde ungcwatywe kwakhona kwelinye ingcwaba xa loo mzimba ubungcwatywe nokuchasana nale Mithetho kaMasipala.

(2) Izizalwane zomfi/umfikazi kufuneka-

- (a) Zaziswe ngokukhutshwa kwesidumbu engcwabeni okucetywayo kunye nokungcwatywa kwakhona kwaso; kwaye
- (b) Zivunyelwe ukuba zizimase.

UKUVAVANYWA KOKUKHUTSHWA ENGCWABENI

22. (1) Ingcwaba ekuza kukhutshwa kulo isidumbu kufuneka livavanywe kwimboniselo yoluntu ngexesha kusenziwa loo msebenzi.
- (2) Umntu oqhuba ukukhutshwa kwesidumbu kufuneka anike isitya esifanelekileyo sokufaka umzimba ngamnye okanye iintsalela.

ISAHLUKO SESI-4

UKUKHATHALELWA KWAMANGCWABA

UKUSETYENZWA KWAMANGCWABA KUNYE NEZINYE IZINTO EZISEMANGCWABENI

23. (1) UMasipala unoxanduva lokugcina amangcwaba ecocekile ngaphandle kokuba kunikezwe ngenye indlela.
- (2) Akukho mntu kufuneka-
- (a) Agawule okanye asuse izityalo, amatyholo okanye iintyatyambo engcwabeni ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalontle; okanye
 - (b) agawule okanye asuse izityalo, amatyholo okanye iintyatyambo kwicandelo lebhem;
- (3) Umntu unokwandisa, abeke, okanye ashiye into okanye isihombiso engcwabeni kuphela, emva kweentsuku ezingama-30 ezilandela umngcwabo.
- (4) Iintyatyambo zeNdalo okanye ezokwenziwa ezisesityeni zingabekwa engcwabeni nangaliphi na ixesha kodwa kufuneka zibekwa engcwabeni elikwicandelo lebhem okanye kwilitye lesikhumbuzo, ezo ntyatyambo

zinokubekwa kuphela kwiziseko ezilungiselelwe oko.

- (6) UMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle unoku-
- (a) susa zonke iintyatyambo zendalo ezibunileyo, ezimbatshileyo, iintyatyambo ezizezokwenziwa ezonakeleyo kunye nasiphi na isitya seentyatyambo engcwabeni; okanye
 - (b) susa zonke izinto zokuhombisa emva kweentsuku ezingama-30 emva kokupapasha isaziso somntu wonke, xa kungumdlawoluntu olo.
- (6) UMasipala akanaxanduva lwayo nayiphi na ilahleko okanye umonakalo wayo nayiphi na into esengcwabeni ngaphandle kokuba loo lahleko okanye loo monakalo wenzeke ngenxa yokungakhathali kwabasebenzi bakwaMasipala.

ISAPHLUKO SESI-5

ICANDELO LESIKHUMBUZO

UKUMISWA KWELITYE LESIKHUMBUZO

24. (1) Umntu onqwenela ukumisa ilitye lesikhumbuzo kufuneka enze isicelo kwifomu egcwaliswe ngokupheleleyo nangokufanelekileyo kuMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (2) Eso sicelo kufuneka senziwe kwiintsuku ezingekho ngaphantsi kwezili-5 zokusebenza phambi komhla womiso.
- (3) Iilitye lesikhumbuzo linokumiswa kuphela ngexesha leeyure zokusebenza kodwa ngemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (4) Akukho mntu kufuneka-
- (a) akhe ilitye lesikhumbuzo okanye aze nezixhobo zokwakha ilitye lesikhumbuzo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
 - (b) akhe ilitye lesikhumbuzo esenzela umbhalo owongezelelweyo okanye ulungiso ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
 - (c) akhe ilitye lesikhumbuzo ngoMgqibelo, ngeCawa okanye ngosuku lweholide kaWonke-wonke ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (5) UMasipala akanaxanduva lokonakaliswa kwelitye lesikhumbuzo ngenxa yomhlaba oqhuzukayo.
- (6) Nabani na owakha ilitye lesikhumbuzo kufuneka abonise imvume

ebhaliweyo xa icelwa nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.

- (7) Iitye lesikhumbuzo okanye isixhobo esiza kusetyenziswa ekwakhiweni kwalo kufuneka singahanjiswa emangcwabeni okanye kwindawo yokutshisa umzimbangendlela enokonakalisa iindlela, amabala anengca echetywayo, amabala okanye ezinye izikhumbuzo.
- (8) Nasiphi na isixhobo esiyintsalela okanye ubugoxo obuwela ekwakhiweni kwalo naliphi ilitye lesikhumbuzo amaqhekeza amatye avela kufuneka asuswe ngumntu owenze olo lwakhiwo ngoko nangoko emva kokuba egqibile.

ILITYE LESIKHUMBUZO ELISEMGANGATHWENI OPHANTSI

25. (1) UMasipala unokungaluvumeli ulwakhiwo lwelitye lesikhumbuzo okanye unokulisusa ilitye lesikhumbuzo elakhiweyo-
- (a) \Elingcolileyo, elibi, elinokuchaswa; okanye
(b) oluchasana nale Mithetho kaMasipala,

ngaphandle kokunika umnini/umnikazi imbuyekezo.

IMIBHALO KWILITYE LESIKHUMBUZO

26. (1) Naliphi ilitye lesikhumbuzo kufuneka libonise inani elinikwe elo ngcwaba nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle ngeempawu ezisisigxina nezibonakalayo-
- (a) kwicala lesiseko selitye lesikhumbuzo; okanye
(b) ngaphezulu komphandle , kwikona ekwicala elisezantsi ekholikekelayo.
- (2) Igama lombhali-mpawu wamanqaku, umyili okanye umakhi welitye lesikhumbuzo linokubonakala elityeni kwaye kufuneka libekwe kwisiseko selitye lesikhumbuzo.

UKUDILIZWA KWELITYE LESIKHUMBUZO

27. (1) Ngumnini/umnikazi wamalungelo abucala okanye umntu ogunyazisiweyo nguloo mnini/umnikazeli waloo malungelo ngokubhalwe phantsi nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle onokudiliza okanye aphazamise naliphi na ilitye lesikhumbuzo engcwabeni.
- (2) Iitye lesikhumbuzo eliqhaqhiweyo kufuneka lisuswe emangcwabeni okanye lishiywe kwingcwaba apho ilitye lesikhumbuzo elo belakhiwe kona.

- (3) Kwimeko yomngcwabo wesibini okanye olandelayo kweloo ngcwaba uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle unokunika imvume yokuba ilitye lesikhumbuzo lishiywe kwindawo ethile emangcwabeni kangangesithuba sexesha elingadlulanga kwiintsuku ezingama-30 emva kwaloo mngcwabo.
- (4) Umntu odiliza indawo yesikhumbuzo kufuneka kwangoko emva kokuba umsebenzi ugqityiwe asuse naziphi na iintsalela okanye ubugoxo obenzeke ngelixa bekudilizwa naliphi na ilitye lesikhumbuzo.
- (5) Ukuba umnini/umnikazi wamalungelo okanye umntu ekubhekiswa kuye kwicandelwana loku(1)-
 - (a) Uyasilela ukwakha kwakhona ilitye lesikhumbuzo elidiliziweyo kwiintsuku ezingama-30 emva kokudilizwa; okanye
 - (b) Elo litye lesikhumbuzo lidiliziweyo lishiywe kwalapho emangcwabeni ngokuchaseneyo necandelwana (2),
- (6) UMasipala unokunika isaziso esibhaliweyo seentsuku ezingama-30 loo mnini/mnikazi wamalungelo okanye loo mntu ukuba ngendleko zakhe asuse elo litye lesikhumbuzo nabuphi ubugoxo obuvele apho.
- (7) Ukuba naliphi na ilitye lesikhumbuzo eliye -
 - (a) lonakaliswa;
 - (b) layingozi eluntwini; okanye
 - (c) lakhiwe ngokuchasene nale Mithetho kaMasipala,
- (8) UMasipala unokunika umnini/umnikazi wamalungelo okanye umntu isaziso esibhaliweyo esimyalelayo ukuba ngesithuba sexesha elichazwe kwisaziso, ngeendleko zakhe maka-
 - (a) guqule okanye enze elo litye lesikhumbuzo likhuseleke ukuze ihambelane namagatya akwiMithetho kaMasipala;
 - (b) qhaqhe kwaye asuse ilitye lesikhumbuzo emangcwabeni kunye nabuphi ubugoxo obuvele koko kudiliza.
- (7) Ukuba loo mnini/mnikazi okanye loo mntu uyasilela ukuhambelana nesaziso ngokwemiqathango yecandelwana (5) okanye (6), uMasipala anga-
 - (a) lakha kwakhona ilitye lesikhumbuzo;
 - (b) diliza kwaye alilahle ilitye lesikhumbuzo kwaye, asuse nabuphi na ubugoxo obuvele koko kuqhaqha; okanye
 - (c) enze ilitye lesikhumbuzo likhuseleke,

kwaye loo mnini/mnikazi okanye umntu uya kuba noxanduva lwazo

naziphi na iindleko angene kuzo uMasipala.

(8) UMasipala ngaphandle kokunika isaziso okanye afune naziphi na iimfanelo kumnini/umnikazi malungelo okanye umntu uno-

- (a) kudiliza ilitye lesikhumbuzo kwaye alisuse kunye nabo nabuphi na ubugoxo obuvela koko kudiliza ngaphandle kwelitye lesikhumbuzo elihlelwe njengendawo yezaMafa eSizwe; okanye
- (b) kwenza ilitye lesikhumbuzo likhuseleke,

ukuba elo litye lesikhumbuzo iye yanobungozi eluntwini ekufuneka kuthathwe amanyathelo akhawulezileyo okukhusela uluntu.

(9) Emva kokuba uMasipala esebenze ngokwemiqathango yecandelwana (8) kuya kufuneka kwangoko abhale isaziso esazisa umnini/umnikazi wamalungelo okanye loo mntu ukuba uMasipala uza kulilahla ilitye lesikhumbuzo, ngaphandle kokuba uphinde wayebanga kwakhona ilitye lesikhumbuzo emangcwabeni kwisithuba sexesha elibalulweyo.

(10) Loo mnini/umnikazi wamalungelo okanye umntu onoxanduva lokuhlawula iindleko ezifunyenwe nguMasipala.

(11) Ukuba umnini/umnikazi wamalungelo okanye umntu uyasilela ukuhlawula iindleko okanye ukubanga kwakhona ilitye lesikhumbuzo elidilizweyo nguMasipala, uMasipala unokuyilungelelanisa indawo yesikhumbuzo nangayiphi na indlela ayibona ifanelekile.

(12) Ukuba nayiphi na ingeniso iyafumaneka ekulahlweni loo ngeniso iya kulinganiswa neendleko zokudilizwa, ukususwa, ukugcinwa nokulahlwa kwelitye lesikhumbuzo kunye nobugoxo obuvela apho.

**OKULINDELEKILEYO NGOKUTHE GABALALA NGELITYE
LESEKHUMBUZO**

28. (1) Iilitye lesikhumbuzo kufuneka lakhiwe okanye lenziwe ngezixhobo ezihlala ixesha elide, nekulindeleke ukuba zibe nobomi obuyiminyaka engama-25 obamkelweyo liZiko leMigangatho loMzantsi Africa (SABS).
- (2) Nabani na owakha ilitye lesikhumbuzo emangcwabeni okanye kwindawo yokutshisa imizimba, kufuneka akwenze oko ngokuvunyelwa nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
 - (3) Umntu owakha ilitye lesikhumbuzo kufuneka ahambelane nezi mfunneko zilandelayo-

- (a) xa edibanisa nayiphi na inxalenye yelitye lesikhumbuzo kuyo nayiphi na inxalenye engenye yelitye lesikhumbuzo umntu kufuneka asebenzise ubhedu okanye iziqhoboshi zesinyithi ezogqunyiweyo ngolu hlobo lulandelayo:
- (i) kusenzelwa ilitye lesikhumbuzo ukuya kuthi ga kumphakamo oyi-500 mm weziqhoboshi ezibini okanye ezingaphezulu ezibukhulu buzi-15mm kunye nobude obuyi-100mm; okanye
 - (ii) kusenzelwa ilitye lesikhumbuzo eliyi-501mm ukuya kuthi ga kumphakamo oyi-1000mm weziqhoboshi ezibini okanye ezingaphezulu kunezo zibukhulu buzi-10mm kunye nobude obuyi-200mm; okanye
 - (iii) kusenzelwa ilitye lesikhumbuzo eliyi-1001mm ukuphakama ubukhulu beziqhoboshi ezibini okanye ngaphezulu eziyi-20mm ubukhulu kunye ne-300mm ubude;
- (b) nayiphi na inxalenye yelitye lesikhumbuzo ehleli emhlabeni, elityeni, okanye kwisiseko kufuneka ifakelwe ngokukhuselekileyo kwaye yendlalelwe.
- (c) isixhobo esinobungqindilili obungayondelelananga masingasetyenziswa;
- (d) iziseko zelitye ngalinye lesikhumbuzo elithe tyaba kunye nesiseko selitye lesikhumbuzo kufuneka zitshone ubuncinci kangange-50mm ngaphantsi kwenqanaba lomhlaba elidaliweyo;
- (e) ungqameko olungaphezulu kwe-225mm ngaphezulu komhlaba okanye ngaphezulu kobunzulu obuyi-200mm kufuneka lungasetyenziswa ngaphandle kwemvume kaMasipala;
- (f) onke amatye ezikhumbuzo kunye namatye ongqameko kufuneka eqhotyoshelwe ngokukhuselekileyo ngobhedu olungqukuva okanye iziqhoboshi zesinyithi ezogqunyiweyo;
- (g) onke amatye esikhumbuzo ukuza kuthi ga kubukhulu obuyi-150mm kufuneka buncanyatheliswe ngokukhuselekileyo kwisiseko;
- (h) onke amacandelo elitye lesikhumbuzo kufuneka agqitywe phambi kokuba asiwe emangcwabeni;
- (i) amatye okubeka iinyawo kufuneka enziwe ngeceba elinye elomeleleyo;
- (j) kuzo zonke iimeko apho ilitye lesikhumbuzo ihleli kwisiseko-
- (i) elo litye lesikhumbuzo kufuneka libe nesiseko;

- (ii) elo litye lesikhumbuzo kufuneka lenziwe ngodaka lwesamente;
 - (iii) umphantsi osisiseko welitye lesikhumbuzo elilodwa, kufuneka ingabikho ngaphantsi kwe-900mm ubude, 200mm ububanzi, x250mm ubukhulu kwaye nalowo welitye lesikhumbuzo eliphinda-phindiweyo ingabikho ngaphantsi kwe-2286mm ubude, x 200mm ububanzi, x250 ubukhulu; kwaye
 - (iv) ukuba amacwecwe amatye angaqinanga abekwe engcwabeni , umgangatho walo macwecwe amatye kufuneka ungaphakami ukodlula i-10mm ngaphantsi kwenqanaba elijikeleze ilitye lomqokumbelo.
- (k) umqokumbelo owahlula naliphi na ingcwaba okanye nesigqubuthelo esisisixwemba asivunelekanga.

IIMFUNO ZELITYE LESIKHUMBUZO KWICANDELO LESIKHUMBUZO

29. Imilinganiso ethe tyaba ekwinqanaba eliphezulu lokwandiswa kwendawo yesikhumbuzo engcwabeni kwindawo yesikhumbuzo kufuneka-
- (a) kwimeko yengcwaba lomnu omdala ubude bube yi-2500mm bona ububanzi bube yi-1050mm; okanye
 - (b) kwimeko yengcwaba lomntwana ubude bube yi-1500mm bona ububanzi bube yi-900mm.

ISAHLUKO SESI-6

UKUTSHISWA KWEMIZIMBA

ISICELO SOKUTSHISWA KOMZIMBA

30. (1) Umntu oceba ukutshisa umzimba kufuneka angenise ifomu yesicelo egcwalise ngokufanelekileyo enikezwe nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle ukuba ayivume ingabethanga intsimbi ye-15h00 kusuku oluphambi komhla ekucetywa ukutshiswa ngawo umzimba kwaye, eso sicelo kufuneka sikhathshwe-
- (a) yintlawulo emiselweyo;
 - (b) ngumyalelo wokungcwaba okanye ukususa okhutshwe ngokwemiqathango yoMthetho wokuBhalisa abaZalwayo nabaSwelekayo; kunye
 - (c) nesatifikethi sokusweleka.
- (2) Ukuba zihlangatyezwe zonke ezi mfuno zilapha ngasentla, uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kufuneka asivume eso sicelo.
- (3) ukutshiswa komzimba kufuneka kuqhutyelwe kwindawo yokutshisa imizimba.

(4) ukuba isicelo senziwe ngokwemiqathango yecandelwana (1) ngokumalunga nomzimba womntu-

(a) ngexesha lokufa sisifo esosulelayo njengoko kuchaziwe kwicandelo (1) loMthetho wezeMpilo; okanye

(b) nangaliphi na ixesha owayefakwe isixhobo esilawula intliziyo (ipacemaker) okanye imitha ebangwa kukuqhekeka kweeatom (iradioactive),

umfaki-sicelo kufuneka ayicacise loo nto kwaye, kwimeko yomzimba ekubhekiswa kuwo kumhlathi (b), nokuba ngaba eso sixhobo silawula intliziyo (ipacemaker) okanye imitha ebangwa kukuqhekeka kweeatom sakhutshwa na kumfi/umfikazi.

AMAXESHA OKUTSHISWA KOMZIMBA

31 (1) Ukutshiswa komzimba kufuneka kuqhutywe ngomvulo ukuya kuma ngolwesihlanu phakathi ko-09h00 ukuya ku-14h00.

(2) Akukho kutshiswa komzimba kunokuqhutywa ngeMigqibelo, ngeeCawa nangemihla yeeholideyi zikawonke-wonke;

(3) Ngaphandle kwamagatya ecandelwana (1) uMphathi: weeNkonzo zeNtlalontle ekwenziwa kuye isicelo ukuba ukholisekile ukuba imeko leyo yenye yeemeko ezingxamisekileyo angavuma ukuba umzimba lowo utshiswe xa ihlawulwe intlawulo emiselweyo ngaphandle kwexesha lokutshiswa komzimba.

UKUNIKEZELWA NGEZITYA ZOKUGALELA UTHUTHU

32. (1) Umfaki-sicelo kufuneka ukuba anikezele ngesitya esinamagama apheleleyo omfi/umfikazi ukulungiselela ukwamkela uthuthu ngaphandle kokuba olo thuthu luza kungcwatywa nguMasipala.

(2) (a) Isitya sokugalela uthuthu ekucetywa ukuba sibekwe egolokonxeni kwikholambriyam kufuneka senziwe ngomthi, ilitye okanye esinye isixhobo esisesinye esifanelekileyo kwaye, kufuneka sibe bubungakanani kwaye siyilelwe ukulingana negolokonxa esele likhona.
(b) Icingci lombhalo inokuncanyatheliswa kweso sitya sokugalela uthuthu okanye igolokonxa linokuvalwa ngelitye eligudiswayo nelisetyenziswa ekwakheni nasekwenzeni imifanekiso okanye esinye isivingci esisesinye.

UKUQOKELELWA KOTHUTHU KUNYE NOKUL AHLWA KWALO

33. (1) Emva kokutshiswa komzimba uthuthu kufuneka lubephantsi kokhathalelo lomntu ofake isicelo sokuthsisa umzimba, ukuba kuye kwathi kanti ayisingomqweno wakhe ukwenza oko luya kugcinwa ngumnini/umnikazi wendawo yokutshiswa komzimba.
- (2) Umntu oqokelela uthuthu kufuneka abonise kwifomu yesicelo egcwaliswe ngokufanelekileyo ubungakanani bothuthu ekufuneka lugcinelwe ukuqokelelwa.
- (3) Xa kungekho malungiselelo angxamisekileyo esingcwabo okanye ukugcinwa khuselekileyo, umnini/umnikazi wendawo yokutshisa umzimba angalungcwaba uthuthu okanye alusasaze egadini yesikhumbuzo.

UKUNGCWATYWA NOKUKHUTSHWA KOTHUTHU EMANGCWABENI

34. (1) Umntu ofuna ukungcwaba uthuthu engcwabeni, ukukhupha uthuthu engcwabeni okanye ukusasaza kothuthu kufuneka enze isicelo kuMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.
- (2) UMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kufuneka xa kuhlalulwe intlawulo emiselweyo anike umfaki-sicelo imvume ebhaliweyo yokungcwaba, ukukhupha uthuthu engcwabeni okanye ukusasaza uthuthu kwaye, alungise elo ngcwaba alilungiselele ukungcwaba okanye ukukhutshwa kothuthu engcwabeni.
- (3) Ingcwaba lothuthu kwindawo yokutshiswa kwemizimba okanye kudonga lwesikhumbuzo kufuneka lilinganiswe libe bubude obuyi-610mm kunye nobubanzi obukwayi-610mm.

UKUSETYENZISWA KWAMAGOLOKONXA KUNYE NEZITHUBA ZOKUNCANYATHELISWA KWESIKHUMBUZO

35. (1) Uthuthu lungalelwa kwikholambariyam okanye kwigadi yesikhumbuzo ukuba isicelo sikhathshwa yintlawulo emiselweyo eyenziwe kuMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kwaye, ukuba uMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle unikezele ngenimvume ebhaliweyo.
- (2) Igolokonxa okanye isithuba esayame kwindlela esegadini yesikhumbuzo okanye igolokonxa okanye isithuba esikwidonga lesikhumbuzo kufuneka lingasetyenziselwa ukugcina uthuthu okanye ukuncamaathisela ilitye

lesikhumbuzo ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle kunye nentlawulo emiselweyo.

- (3) Amacwecwe okwazisa ukuba ungubani kufuneka enziwe ngesixhobo esivunywe ngumLawuli weePaki kwaye, ancanyathiselwe ngaxesha nye nokubekwa kothuthu.
- (4) Uthuthu namacwecwe lungasuswa ngemvume yomLawuli weePaki olawulayo.
- (5) Iivazi zeentyatyambo zingancanyatheiliswa kwicwecwe kuphela ngemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.

**ILITYE LESIKHUMBUZO KWINDAWO YOKUTSHISWA
KWEMIZIMBA**

36. (1) Umntu unokumisela ilitye lesikhumbuzo kwindawo yokutshiswa kwemizimba ngelokukhumbula umfi/umfikazi ukuba-
 - (a) umzimba womfi/umfikazi wawutshiswe kuloo ndawo yokutshiswa kwemizimba ngokwemiqathango yecandelo lama-38; okanye
 - (b) ubonisa isatifikethi sokutshiswa kwemizimba senye indawo yokutshiswa kwemizimba.
- (2) Iilitye lesikhumbuzo elakhiwe kwigadi yesikhumbuzo kufuneka lenziwe ngelitye eligudiswayo nelisetyenziswa ekwakheni imifanekiso, inyengane okanye enye into efanelekileyo ekunokwenziwa ngayo kwaye kufuneka ilinganiswe ngobukhulu obuyi-230mm nge-150mm nge-25mm okanye ngobukhulu obuyi-250mm nge-305mm nge25mm, njengoko kulungiselelwe nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle, ukuba kucetywa-
 - (a) ukuba sibekwe kwisithuba esiseludongeni lwesikhumbuzo okanye kwisithuba esingena kwindlela ekwigadi yesikhumbuzo;
 - (b) ukutywina igolokonxa lifane ngendlela yokwenziwa nangobungakanani ukuze lihambelane nelitye lesikhumbuzo elimelene nalo kwaye, libe lingabinazinto ezincanyatheliswe kulo ngaphandle konobumba okanye ifoto yomfi/umfikazi; okanye
 - (c) ukwakhiwa kwengcwaba okungadlulanga kubude obuyi-610mm, ububanzi obuyi-610mm kunye nokuphakama obuyi-1,2m.
- (3) Iilitye lesikhumbuzo kufuneka lisuswe okanye lincanyatheliswe kwidonga kwigumbi lesikhumbuzo okanye kwisithuba esingena kwindlela esegadini yesikhumbuzo kuphela ngemvume ebhaliweyo yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle .

UKUPHINDWA KABINI KWEZETIFIKETHI ZOKUTSHISWA KOMZIMBA

37. Umntu angafumana isetifikethi esiphindwe kabini sokutshiswa komzimba xa efake isicelo nangokuhlawula intlawulo emiselweyo kuMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle.

ISAPHLUKO SESI-7**IINDWAYI NAMAPHLWEMPU****IMINGCWABO YAMAPHLWEMPU NEENDWAYI**

38. (1) Umntu owenza isicelo sokungcwaba ihlwempu kufuneka akwazise oko.
- (2) Ihlwempu liya kungcwatywa okanye umzimba walo utshiswe ngokweemeko ezimiselwe nguMasipala.
- (3) Ukuba umzimba wehlwempu uye watshiswa kufunekka uthuthu lugcinwe nguMasipala kangangesithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezili-12.
- (4) Ukuba uthuthu akukhange kubekho mntu ulubangayo kwisithuba sexesha leenyanga ezili-12 luya kungcwatywa kwingcwaba lokungcwaba uthuthu.

ISAPHLUKO SESI-8**NGOKUBANZI****IZENZO EZINGAVUMELEKANGA**

39. (1) Akukho mntu-
- (a) ongaphantsi kweminyaka eli-16 ekufuneka engene nakwawaphi na amangcwaba okanye indawo yokutshisa umzimba, angangena kuphela xa ekhatshwa ngumntu omdala okanye ngemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
- (b) kufuneka angene okanye ashiye nawaphi na amangcwaba okanye indawo yokutshisa umzimba ngaphandle kwesango lokwenza oko; okanye
- (c) kufuneka kuyo nayiphi na iofisi okanye indawo evaliweyo emangcwabeni okanye kwindawo yokutshisa umzimba apho ukungena kungavumelekanga ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle, eyakuthi

inikezelwe kuphela xa loo mntu ehambele umcimbii onxulumene naloo mangcwaba okanye indawo yokutshisa umzimba.

- (2) Akukho mntu kuwo nawuphi na amangcwaba okanye indawo yokutshisa umzimba kufuneka-
- (a) aphazamisane nawo nawuphi na umthombo, umfanekiso oqingqiweyo, ilitye lesikhumbuzo, ucingo, ingcwaba okanye iprophati kaMasipala;
 - (b) akhe, onakalise, onakalise inkangeleko yento okanye atshabalalise nayiphi na intyatyambo, isityalo okanye imbewu;
 - (c) onakalise, onakalise inkangeleko yento okanye asuse nawuphi na umsebenzi wesikhumbuzo, ingcwaba, isakhiwo, ucingo okanye izimakade;
 - (d) alahle izinto ezimdaka ngaphandle komgqomo wenkunkuma obekelwe oko nguMasipala;
 - (e) ahlale, eme, ahambe, akhwele, azobe okanye abhale kulo naliphi na ingcwaba okanye umsebenzi wesikhumbuzo;
 - (f) adade, ahlambe isiqu sakhe okanye nasiphi na isilwanyana esikiti, emthonjeni, umlambo onguzenzele, idami okanye umjelo;
 - (g) ahlale emangcwabeni okanye akhe nasiphi na isakhiwo okanye ukungena kuwo nawuphi na umhlaba ngaphandle kwemvume ebhaliweyo nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
 - (h) abambe, agxothe, adubule okanye aphazamisane nayo nayiphi na intlanzi, intake okanye isilwanyana ngaphandle kokuba unempepha-mvume yokwenza oko okanye athathe, athathe okanye onakalise amaqanqa okanye iindlwana zentaka;
 - (i) alumeke umlilo okanye atshise nayiphi na into ngaphandle kokuba kukho isibonelelo esikhethekileyo sokuba enze loo nto esenziwe nguMasipala;
 - (j) aqhube, akhwele okanye apakishe nasiphi na isithuthi, ibhayisikili, itrayisikile okanye inqwelo eqhutywa ngesandla, anxibe izityibilikisiezizamavili okanye azobe okanye aqhube nasiphi na isithuthi, ngaphandle kokuba kukwindawo nangexesha ekubhekiswa kulo kwiMithetho kaMasipala;
 - (k) aqhube okanye akhwele nasiphi na isithuthi ngaphandle kokuba kukwiindawo ekubhekiswa kuzo kumhlathi (j) kwisantya esingadlulanga kwi-15 km ngeyure;

- (l) aqhubeke neshishini okanye nokubongoza kwishishini, enze umboniso okanye enze umsebenzi ongaqhelekanga ukuba udibane namangcwaba okanye indawo yokutshisa umzimba;
- (m)enze inkathazo okanye enze nasiphi na isenzo esibi okanye esingenantlonipho;
- (n)adlale nawuphi na umdlalo ngaphandle kwakwiindawo ezichongelwe oko;
- (o)asebenzise iindawo ezibekelwe esinye isini;
- (p)adidiyele, athengise, asele utywala okanye asebenzise iziyobisi ngendlela exhaphazayo;
- (q)adlale nasiphi na isixhobo somculo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
- (r) enze intetho esidlangalaleni ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalontle, ngaphandle kokuba loo ntetho uyenza emngcwabeni okanye kutshiso lomzimba;
- (s) enze nantoni na enokwenzakalisa okanye yenze uphazamiseko nakubani na;
- (t) abambe iziyunguma eziququzelelweyo, athengise, agrumbe nawuphi na umngxunya, umjelo okanye abeke nayiphi na intente, ikharaveni, isikhuseli sendlwana yokuthengisa isihlalo, ukuma okanye nasiphi na isakhiwo okanye isithintelo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
- (u)enze nawuphi na umsebenzi wasekuhlaleni okanye owokusebenza ngokuzithandela, ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
- (v)enze nawuphi na umboniso bhanyabhanya, ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle, benze nentlawulo emiselweyo;
- (w)ahlale ephakathi kokutshona nokuphuma kwelanga ngaphandle kwemvume ebhaliweyo nguMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;
- (x)azise okanye avumele isilwanyana, ngaphandle kokuba yinja emkhokelayo, ngaphandle kwemvume yoMphathi: weeNkonzo zeNtlalo-ntle;

No. 7

UMASIPALA WASEMBIZANA**IMITHETHO KAMASIPALA EBHEKISELE
KULAWULO LWEEFLETHI ZIKAMASIPALA
OKANYE EZIPHANTSI KOLAWULO
LUKAMASIPALA****UYILO LOKU-1**

Umlawuli kaMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo 13 loMthetho weNkqubo kaMasipala kuRhulumente waseKhaya ka-2000: (uMthetho nomb.32 ka-2000), ufundwa necandelo lama-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho nomb. 108) upapasha iMithetho kaMasipala waseMbizana eBhekisele kuLawulo lweeFlethi zikaMasipala kunye neziLawulwa nguMasipala neyamkelwe liBhunga likaMasipala.

Ukusetyenziswa kwemithetho kaMasipala

1. Le Mithetho kaMasipala isetyenziswa kuzo zonke iikhompleksi zikaMasipala okanye eziphantsi koLawulo lwakhe.

Iinkcazelo

2. Kule Mithetho ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into;

"isilwanyana" sithetha nayiphi nainja, ikati, intaka, ihashe, imeyile, idonki, inkunzi yenkomo, imazi yenkomo, inkabi yenkomo, ithokazi lenkomo, ithole, igusha, ibhokhwe, ihagu, inciniba, igala, inkawu, imfene, inkukhu, irhanisi, idada, umvundla, **ihagu yasendle**, okanye nasiphi na isilwanyana sasendle okanye esifuywe ekhaya okanye isilo.

"igosa eligunyazisiweyo" lithetha -

(a) Umgcini womthetho;

(b) Ilungu leeNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika;

(c) IPolisa likaMasipala;

(d) Ilungu lomantshingilane elifunwe nguMasipala ukuba enze imisebenzi ethile egameni likaMasipala; okanye

(e) Umsebenzi kaMasipala ogunyaziswe ngokufanelekileyo ukuba enze imisebenzi ethile ngaphakathi ekhohompleksini;

"iKhompleksi" ithetha naziphi na izindlu eziqeshiweyo okanye ibhloko okanye amabhloko eeflethi ezindaweninye zenza isicuku sezakhiwo esibizwa ngokuba ziiflethi kuquka, nomhlaba esime kuwo izakhiwo zekhompleksi neendawo ezingamabala ekhohompleksini, iindawo zokupakisha kunye nezinye izinto ezifakwe kwikhohompleksi iphela;

"isivumelwano sesibhambathiso sesibhambathiso" sithetha isivumelwano sesibhambathiso sesibhambathiso ekungenwe kuso ngumqeshi weflethi noMasipala ngokwemiqathango apho umqeshi weflethi yengqesho ahlala kwiflethi esekhohompleksini;

"umLawuli" uthetha umLawuli ochongwe okanye oqeshwe nguMasipala ukuba alawule ikhompleksi egameni likaMasipala okanye nabani na olibambela lomLawuli okanye nabani na egameni lakhe;

"uMasipala" uthetha uMasipala waseMbizana osekwe ngeSaziso

ngokuBanzi esikhutshwe kwiGazethi yePhondo Yenjongo ethile engaqhelekanga, nomb. 141 ye-1 Okthobha ka-2000 ngokwemiqathango yoRhulumente waseKhaya: uMthetho ka-1998 weZakhiwo zikaMasipala, (uMthetho nomb.117 ka-1998);

"inkathazo" ithetha-

- (a) naliphi na igumbi okanye icandelo leso sakhiwo okanye elikulo meko okanye elimdaka okanye elinezilwanyana ezikhathazayo ezisasaza izifo ezinokuhlasela, elinobungozi bungozi njengokuhlasela, okanye ukwenzakalisa empilweni okanye elinokubangela ukunwenwa kwesifo esosulelayo;
- (b) nawuphi umlanjana, ichibi, umsele, igatha, isinki, itanki, igunjana lokugcina amanzi, umngxunya ongaphandle wendlu yangasese, indlu yangasese, izala lokuchamela amadoda, idreyini, induli yothuthu okanye izala lenkunkuma elingcolisayo okanye elikulo meko okanye elihleli okanye elakhiwe ngendlela enokuhlasela, enobungozi, okanye ukwenzakalisa empilweni okanye enokubangela ukusasazeka kwesifo esosulelayo.
- (c) naliphi iqula okanye enye indawo ekuvele kuyo amanzi okanye itanki okanye enye into ekhongozela amanzi nokuba yeyabucala okanye yeyabantu bonke bokuhlala, amanzi-
 - (i) asetyenziswa okanye anokusetyenziswa ngabantu ekuseleni okanye kwimisebenzi yasekhaya okanye ngokunxulumene nokwenziwa okanye ukulungiswa kwento yokutya okwenzelwe ukutyiwa ngabantu, kwaye
 - (ii) Angcolisekileyo okanye ngendlela ethile anokuhlasela, anganobungozi okanye anokwenzakalisa empilweni.
- (d) Nasiphi isitali, uthango, ubuhlanti beenkomo okanye enye inkampu okanye isakhiwo esisetyenziselwa ukugcina izilwanyana.
- (e) Nakuphi ukunqunjaniwa okanye ukuchithwa kwenkunkuma, imfucumfucu, umgquba, ubugoxo bemoto okanye nayiphi into enokuhlasela, enobungozi, enokulimaza empilweni.
- (f) Nayiphi indawo yokuhlala okanye igumbi eligcwele kangangokuba libenokuhlasela, libenobungozi okanye libe nokulimaza empilweni

yakhe namphi umqeshi weflethi okanye elingahambelaniyo nemiqathango;

- (i) yayo nayiphi iMithetho kaMasipala okanye imimiselo esebenzayo kuMasipala ngokubhekisele emoyeni, emgangathweni (phantsi), embaneni, kukhutsho lomoya okanye kulawulo lwesakhiwo; okanye
 - (ii) Yezicwangciso zophuhliso zedolophu ezisebenzisekayo.
- (g) Nawuphi ummandla womhlaba ogcinwe okanye ovunyelwe ukuba uhlale ukwesio simo sokuba uhlasele okanye ubangele nasiphi isifo esosulelayo, esinwenwayo okanye esinokukhuseleka okanye nakuphi ukulimala okanye ingozi kwimpilo; kwaye
- (h) Nayiphi enye imeko ngaphandle kwamathandabuzo eyaziwa njengenkathazo, ukungathaliseki nokuba imeko iyahlasela, iyalimaza okanye inobungozi kwimpilo nokhuseleko lakhe namphi umqeshi weflethi okanye omnye umntu ekhomplesini; kwaye

“umqeshi weflethi” uthetha umntu ohlala kwindlu eqeshisayo kwikhomplesini ngokwemiqathango yesivumelwano sesibhambathiso noMasipala.

Ukuqeshwa koMlawuli

3. UMasipala nokuba yikhomplesini okanye ziikhomplesini ezingaphezulu kwesinye kufuneka aqeshe igosa okanye achonge elinye lamagosa akhe njengoMlawuli wokulawula ezo khomplesini ngokuhamelana nale Mithetho kaMasipala kunye naso nasiphi isivumelwano sesibhambathiso esiphakathi komqeshi weflethi kunye noMasipala.

Imisebenzi yoMlawuli

4. Umlawuli kuyo nayiphi na ikhomplesini ephantsi kolawulo lwakhe egameni likaMasipala kufuneka-
- (a) Angenise ingxelo ezibhaliweyo ngeemeko kunye nokulawulwa kwekhomplesini xa ecelwe nguMasipala ukuba enze njalo;
 - (b) Aqinisekise ukuba iikopi zale Mithetho kaMasipala ixhonyiwe kwaye igcinwe kwindawo efanelekileyo apho ekhomplesini ukuze

abaqeshi beeflethi bafumane ulwazi kuquka nabo bonke abantu abazindwendwe apho ekhohlele; abazindwendwe apho ekhohlele;

- (c) Aqinisekise ukuba zonke iipaseji, izitepsi, okanye izixhobo ezisetyenziswa ngabantu abaninzi kunye neendlela zigcinwa zicocekile, zisempilweni kwaye, zikwimeko ekhuselekileyo;
- (d) Agcine irejista yabo bonke abaqeshi beeflethi, rejista leyo kufuneka inezi nkukucha zilandelayo ngokubhekisele ekumqeshweni kweflethi nganye esekhohlele ngokwemiqathango yokusetyenziswa kwesivumelwano sesibhambathiso:
 - (i) inombolo yeyunithi yeflethi;
 - (ii) igama kunye nenombolo yesazisi somqeshi weflethi;
 - (iii) inombolo yereferensi yefayile yoMlawuli enekopi yesivumelwano somqeshi weflethi;
 - (iv) inombolo yeakhawunti yokuqesha yomqeshi weflethi;
 - (v) inombolo yomqeshi weflethi yeakhawunti yeenkonzo zikaMasipala;
 - (vi) idilesi ebehlala kuyo ngaphambili umqeshi weflethi;
 - (vii) amagama, iidilesi kunye neenombolo zomnxeba ukuba zikho ezamalungu osapho lomqeshi weflethi amabini ubuncinci angahlali kwidilesi efanayo naye; kwaye
- (e) Alawule ikhohlele ngokuhambelana nale Mithetho kaMasipala kunye nasiphi na isivumelwano sesibhambathiso esisetyenziswayo.

Ukufaka isicelo sokuba ngumqeshi weflethi

- 5. (1) Nabani na onqwenela ukuqesha iyunithi yeflethi kwikhohlele kaMasipala okanye elawulwa nguMasipala kufuneka afake eso isicelo sokuqesha weflethi kwifomu yokufaka isicelo emiselwe nguMasipala kwaye; kufuneka angenise ifomu yesicelo kuyo nayiphi na iofisi yeSebe likaMasipala lezezindlu. ISebe

likaMasipala lezezindlu kufuneka ingenise iinkcukacha zesicelo kuluhlu lwalo lokulindela indlu, ekufuneka lulandelelane ngokwamaxesha okubhalisa kuzo zonke izicelo ngokwendlela ebezifunyenwe ngayo.

- (2) Xa iyunithi yeflethi ingenamntu ekhohlelweni okanye ifumaneka ukuba kungeniswe umntu kuyo, kufuneka umlawuli azise iSebe likaMasipala lezezindlu ekufuneka lingenise umntu olandelayo ngokuba sekuqaleni kuluhlu lwesicelo lokulindela izindlu ekubhekiswa kulo kwicandelwana (1) ukuba loo mntu-
- (a) Ukufanele ukuba angahlala kwiyunithi yeflethi ngokwemiqathango yomgaqo-nkqubo wezindlu kaMasipala;
- (b) Uyaziqonda, uyazamkela kwaye uyazibophelela ekuthobeleni imiqathango kunye neemeko zokuhlala kwiyunithi yeflethi njengoko ibekiwe kwisivumelwano sesibhambathiso kunye nale Mithetho kaMasipala; kwaye
- (c) Angene kwisivumelwano sesibhambathiso noMasipala.
- (3) Xa iyunithi yeflethi ekhohlelweni inikwe umqeshi weflethi ngokwemiqathango yecandelwana (2), kufuneka-
- (a) Azanelise ngoingangatho kunye nemeko ekuyo iyunithi yeflethi; kwaye
- (b) Kwangoko makazise nasiphi na isiphene kumlawuli ekufuneka egcine iingxelo zazo zonke iziphene.

Ilungelo lokungena

6. (1) Umlawuli okanye naliphi na igosa eligunyazisiweyo lokungena ngaphandle kokuphazanyiswa okanye ukunqandwa ngumqeshi weflethi okanye ngomnye umntu ongomnye kuyo nayiphi iflethi esekhohlelweni okanye ngenjongo yokuhlola iflethi ezokwenza nawuphi omnye umsebenzi onokubonakala ufanelekile ukuba wenziwe ngawo onke amaxesha afanelekileyo kunye nangokubhekisele ekuqaleni amalungelo nobomi bangasese bomqeshi

weflethi.

- (2) Ngokubhekisele kumagatya ale Mithetho kaMasipala, akukho mntu unokungena, unokuba kho, unokulala okanye unokwamkela ukuhlala kuyo nayiphi iflethi esekhomplesini okanye kuyo nayiphi inxalenye yekhomplesini ngaphandle kwemvume entluvisayo okanye echazwe ngokucacileyo yomqeshi othile weflethi esekhomplesini noyakuba noxanduva lokuphendula kumlawuli ngayo yonke imicimbi edibaniselene nokuziphatha kunye nezenzo zaloo mntu.

Ukunikezelwa ngamagama kunye needilesi

7. (1) Ukuba umntu usekhomplesini abe engengomqeshi weflethi okanye ilungu losapho lomqeshi weflethi, loo mntu kuya kufuneka anikeze xa umlawuli okanye igosa eligunyazisiweyo licela-
- (a) igama lakhe elipheleleyo, inombolo yesazisi kunye nedilesi; kunye
- (b) nesizathu esivakalayo sobuhko bakhe apho ekhomplesini.
- (2) Ukuba umntu okhankanywe kwicandelwana (1) ngokokubona koMlawuli okanye igosa eligunyazisiweyo akanikezeli ngazo naziphi na iinkcukacha zakhe ezifunwayo okanye akasichazi isizathu esivakalayo sobukho bakhe ekhomplesini kufuneka acelwe ukuba aphume aphele ekhomplesini ngoko nangoko, ukuba akakwenzi igosa eligunyazisiweyo kufuneka licelwe ukuba limkhuphe ekhomplesini.

Imiqathango neemeko zokuqeshwa kweflethi ekhomplesini

8. Nawuphi umqeshi weflethi kuquka, naliphi ilungu losapho lwakhe kunye nabani na ongomnye okhoyo ekhomplesini kufuneka ahambelane nale miqathango ilandelayo kunye neemeko ezongezelelweyo kwimiqathango neemeko ezikwisivumelwano sesibhambathiso:
- (a) Akukho mqeshi weflethi unokushiya okanye atshintshele ilungelo lakhe lokuhlala ekhomplesini nakubani na ongomnye ngaphandle kokuba ufumene imvume kaMasipala, mvume leyo ngawo onke amaxesha kufuneka iqulethwe ngokuphetha isivumelwano sesibhambathiso esigqitywe

ngokufanelekileyophakathi kukaMasipala sikaMasipala kunye naloo mntu kuthethwa ngaye;

- (b) akukho mntu unokushiya kuyo nayiphi iflethi ekhohlepleksini okanye kuyo nayiphi inxalenye yekhohlepleksi ngaphandle kwaleyo inikezelwe kuye ngokwemiqathango yesivumelwano sesibhambathiso sakhe;
- (c) akukho mntu unokuhlala eiflethini esekhohlepleksini ngaphandle kokungena kwisivumelwano sesibhambathiso esibhaliweyo phakathi kwakhe noMasipala ngeflethi leyo ngaphandle kokuba loo mntu-
 - (i) ulilungu losapho lomqeshi osemthethweni weflethi; okanye
 - (ii) undwendwele umqeshi osemthethweni weflethi njengondwendwe losapho.
- (d) akukho mntu unokusebenzisa iflethi esekhohlepleksini okanye nayiphi inxalenye yekhohlepleksi okanye nasiphi isixhobo okanye izinto zekhohlepleksi (ezinje ngamanzi, umbane, umhlaba okanye indawo yokupakisha) ukuqhuba naliphi na ishishini okanye omnye umsebenzi worhwebo ongomnye ekhohlepleksini okanye ecaleni kwayo;
- (e) akukho mntu ngabom okanye ngesenzo sokungakhathali uya konakalisa nayiphi iflethi esekhohlepleksini okanye inxalenye engenye yekhohlepleksi.

Nabani na obangela loo monakalo kufuneka ethwaliswe uxanduva lokubuyekeza uMasipala ngaloo monakalo, ukuba loo monakalo ubangelwe lilungu losapho lomqeshi weflethi okanye ngumntu obemndwendwele ngemvume yakhe, umonakalo ubekwa phantsi kwetyala lomqeshi weflethi, ngokwaloo meko umqeshi flethi nelo lunguokanye naloo mntu kufuneka bahlawule umonakalo ngokudibeneyo nangokwahlukeneyo kuMasipala ngomonakalo.
- (f) umqeshi weflethi kufuneka ngawo onke amaxesha ayigcine iflethi yakhe ikwimeko entle, ecocekileyo nakwimeko yokuhlaleka kunye nepaseji ephambi komnyango weflethi yakhe icocekile kwaye ikwimeko ekhuselekileyo;

- (g) iimpahla, amalaphu, izixhobo zokutya nezinye izinto ezizezinye zomntu okanye ezasendlwini azinakuhlanjwa, zicocwe okanye zilungiswe kuyo nayiphi na indlela yepaseji engaphambi kweflethi esekompleksini kwaye, zinokuhlunjwa, zicocwe, okanye zilungiswe kuphela, kwindawo elungiselelwe ukwenza oko;
- (h) uMasipala kufuneka abonelele ngemigqomo ekuza kulahlwa kuyo inkunkuma, izinto ezimdaka nezinye izinto ezingazukuphinda zisetyenziswe kwaye, bonke abaqeshi beflethi kufuneka ngawo onke amaxesha belahla inkunkuma, izinto ezimdaka okanye abangazukuphinda bazisebenzise bazilahle kuloo migqomo babonelelwe ngayo nguMasipala kwaye, ngokungqongqo kufuneka ngayo nayiphi na indlela bahambelane neMithetho kaMasipala yokuLahlwa kwezinto eziQinileyo ezingazukuphinda zisetyenziswe;
- (i) akukho mqeshi weflethi unokugcina nasiphi isilwanyana okanye isilwanyana sasekhaya okanye avumele omnye umntu ongomnye ukuba agcine nasiphi isilwanyana okanye isilwanyana sasekhaya eflethini yakhe okanye naphina ekompleksini;
- (j) akukho mntu unokubeka, agcine, okanye avumele ukuba kubekwe okanye kugcinwe nayiphi loo nkunkuma, iimpahla, into, ifenitshala okanye ezinye izinto ezizezakhe zalo naluphi uhlobo kuyo nayiphi ipaseji okanye enye indawo evulelekileyo esetyenziswa ngabantu bonke ekompleksini. Nayiphi inkunkuma, iimpahla, into, ifenitshala okanye ezinye izinto ezilutshintsho ezenziwe ngumntu ezibekwe okanye ezigcinwe kuyo nayiphi ipaseji okanye kwenye indawo evulekileyo esetyenziswa ngabantu bonke eziya kuthathwa anjengezilahliweyo ngabanini/abanikazi bazo kwaye, kufuneka zithathwe njengezibekwe, zigcinwe kuyo nayiphi ipaseji okanye indawo evulekileyo esetyenziswa ngabantu bonke, kufuneka zithathwe njengezilahliweyo ngumnikazi wazo kwaye, kufuneka ziqwalaselwe ngokuhambelana necandelo le-10;
- (k) akukho mntu unokuxhoma naliphi ilaphu okanye iimpahla okanye avumele ukuba naliphi ilaphu ixhonywe ngaphandle okanye efestileni yeflethi esekompleksini okanye kwibhalkhoni yeflethi okanye kuyo nayiphi inxalenye yekompleksi ngaphandle kokuba loo malaphu okanye iimpahla zinokuxhonywa kwindawo elungiselelwe oko;

- (l) akukho mntu unokuguqula okanye abhucabhuca okanye onakalise nayiphi into yombane okanye olunye ufakelo olungaphakathi okanye olungaphandle kweflethi khompleksi okanye abhole okanye avumele isikhonkwane okanye isikrifu ukuba sibholelwe kulo naluphi udonga isilingi okanye enye into engenye eflethini okanye kwinxalenye yekhompleksi. Nabani na oye waguqula, wabhucabhuca wonakalisa lo mbane okanye olo fakelo okanye othi abethelele eso sikhonkwane okanye isikrifu uya kuthathwa njengobangenle ingozi ngabom njengoko kukhankanyiwe kumhlathi (e) kwaye, loo mntu kuya kujongwana nayengokufanelekileyo;
- (m) akukho mntu unokugcina okanye abeke nantoni na enokutsha okanye enobungozi okanye isixhobo esinobungozi esinokuthi sibeke emngciphekweni impilo okanye ukhuseleko lakhe namphi umntu oseflethini ekhompleksini okanye naphi na kwikhompleksi;
- (n) akukho mntu-
- (i) unokuhlupha, anyanzele okanye oyikise nawuphi umqeshi weflethi okanye namphi omnye umntu ekhompleksini;
 - (ii) unokoyikisa okanye enze nasiphi na isenzo njengokubetha emzimbeni nawuphi umqeshi weflethi okanye omnye umntu ekhompleksini
 - (iii) unokuthuka okanye asebenzise ulwimi olungcolileyo, oluthukayo okanye oloyikisayo okanye aziphathe kakubi ngakumqeshi weflethi okanye omnye umntu ekhompleksini; okanye
 - (iv) kuyo nayiphi iflethi esekhompleksini okanye naphina ekhompleksini unokwenza okanye avunmele nasiphi isenzo ngokokubona koMlawuli esibangele okanye esinokubangela inkathazo kuMasipala, kuye nawuphi umqeshi weflethi okanye omnye umntu ekhompleksini okanye kuye namphi omnye umntu ebumelwaneni;
 - (iv) kwisihlo apho naliphi igatya lomhlathi (n) (i) lithe lophulwa, isihlo kufuneka sixelwe kwangoko kumlawuli oza kuthatha amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba olo phazamiso

luzalulungiswa ngendlela efanelekileyo, manyathelo lawo anokuquka ukucinywa kwesivumelwano sesibhambathiso somqeshi weflethi kwaye, nokukhutshwa kuloo flethi ebeyiqeshile nasekhompleksini iphela

- (o) UMasipala akanaxanduva naphantsi kwayo nayiphi imeko ngayo nayiphi ilahleko okumonakalo wepropati okanye ukwenzakala komqeshi weflethi nawuphi omnye umntu onokugula kuyo nayiphi iflethi ekhompleksini okanye ikhompleksi uqobo nokuba injani ilahleko, umonakalo okanye ingozi ebangiweyo, nokuba ibangwe ziziphumo-
- (i) zesibane esingekho mgangathweni ezitepsini, umhlaba ekufikelela kuwo isinyuko, phantsi emgangathweni okanye epasejini; okanye
- (ii) okanye ukutyibilikisa kwesinyuko, umhlaba ekufikelela kuwo isinyuko, phantsi emgangathweni okanye kwipaseji ebangelwa zithayile, ipolishi okanye nayiphi enye into enokuba ngunobangela,

Kwaye, ngaphandle kwento yokuba ilahleko, umonakalo okanye ukwenzakala komqeshi weflethi kunokuba kubangelwe sisenzo okanye ukungenzi kwicala likaMasipala iiarhente zakhe okanye abasebenzi bakhe okanye ngesizathu seflethi sokuba iflethi okanye ikhompleksi okanye nayiphi inxalenye kubhekiswa kuyo ide yabe ikumgangatho wokungalungiseki okanye ayilunganga.

- (p) akukho ndawo yokubeka izinto zomthengisi inokuqhutywa okanye igcinwe kwaye, akukho ntlanganiso okanye mbhiyozo wokonyusa imali okanye omnye umbhiyozo onokubanjelwa kwisakhiwo sekhompleksi okanye kuyo nayiphi indawo evulelekileyo esetyenziswa ngumntu wonke okanye indawo yokupakisha yekhompleksi ngaphandle kwemvume ebhaliweyo ngumlawuli.

Nayiphi indawo evulelekileyo esetyenziswa ngumntu wonke okanye indawo yokupakisha yekhompleksi kufuneka ibe phantsi kolawulo yoMlawuli kwaye, loo ndawo yokupakisha ayinakusetyenziselwa nasiphi isizathu ngaphandle kokupakisha, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo ngumlawuli.

- (q) Akukho mntu unokususa okanye aphathaphathe okanye onakalise nawuphi umbhobho wamanzi wokucima umlilo, isicima-mlilo okanye esinye isixhobo sekhompleksi sokucima umlilo okanye asebenzise loo mbhobho, isicima-mlilo okanye isixhobo kwinjongo engenye ngaphandle kwaleyo icetyelwe yona.
- (r) Akukho mntu unokujwila nayiphi into, okanye inkunkuma ngefestile, umnyango okanye ibhalkhoni yeflethi kwikhompleksi okanye nakweyiphi inxalenye yekhompleksi kwaye, nasiphi isenzo sokulahla, nokungcolisa kumhlaba wekhompleksi masithathwe njengolwaphulo lweMithetho kaMasipala wokohlwaywa okuqinileyo.
- (s) Akukho mntu ekhompleksini unokuthengisa okanye acenge ukuba kuthengiswe nasiphi isiyobisi, intengo okanye esinye isiyobisi esitshintsha imo yokuziphatha yomntu okanye nasiphi isiselo esinxilisayo njengoko kuchaziwe kuMthetho Wotywala ka-1989 (uMthetho nomb.27 ka-1989)
- (t) Akukho mntu unokuphazamisa uxolo lukawonke-wonke nenzolo kwikhompleksi ngokuthetha, ngokungxola okanye akhale ngomtshini wokwandisa isandi, isixhobo sokukhwaza okanye nasiphi isixhobo ekuthi ngaso kudaleke inxolo okanye ngokudlalela umculo phezulu.
- (u) Akukho mntu ekhompleksini unokubangela okanye adale nayiphi imeko ehlaselayo, elimazayo okanye enobungozi kwimpilo nokhuseleko lakhe namphi umqeshi weflethi okanye namphi omnye umntu ekhompleksini.

Ukwaphulwa kwemimiselo neemeko zengqesho ekhompleksini

9. (1) Ukuba nje nabani na oqeshe iflethi-

- (a) uye emva kokuba enikwe isilumkiso esibhaliweyo ngumlawuli waqhubeka nokwaphula okanye ukungayinaki imiqathango kunye neemeko zokuqesha iflethi njengoko zibekiwe kule Mithetho kaMasipala okanye kwisivumelwano sesibhambathiso; okanye
- (b) uthe wagwetyelwa naluphi isohlwayo ngokwemiqathango

yecandelo le-12; umlawuli unokunikezela ngesaziso esibhaliweyo kuloo mqeshi weflethi ngokumnika isaziso esiya kuye sokupheliswa kwesivumelwano sesibhambathiso, pheliso olo lusenzeka emva kokuphelelwa kwesithuba sexesha elichazwe kweso saziso.

- (2) Isaziso esikhankanywe kwicandelwana (1) kufuneka sicele umqeshi weflethi ukuba aphume eflethini yakhe ngomhla ochaziweyo nokuba umqeshi lowo sele eyihlawule intlawulo yenyanga kwangaphambili kwaye, nokuba loo ntlawulo ibihlawulwe kwangaphambili ibuyiselwe kumqeshi weflethi ngaloo mhla.
- (3) ngeenjongo zale Mithetho kaMasipala ukuhlawulwa kwentlawulo kwangaphambili ekubhekiswa kuko kwicandelwana (2) kufuneka kuthathwe njengemeko ngokupheleleyo.

Ukuphulukana nelungelo lengqesho yeflethi

10. (1) Ukuba nje umqeshi weflethi uye akabikho iintsuku ezingama-60 zilandelelana eflethini yakhe esekhomplesini okanye usilele yena buqu ukuhlala eflethini ngaphandle kokwazisa umlawuli ngokumbhalela-
 - (a) ngenjongo zokungabikho kwakhe; okanye
 - (b) ngomhla wokubuya awucebisayo ukuza kuqhubela ukuhlala okusisigxina apho eflethini.
- (2) Umlawuli unelungelo-
 - (a) lokuqinisekisa ukuba umqeshi weflethi ulilahlile ilungelo lakhe lokuba ngumqeshi eflethini;
 - (b) kwangoko ukusiphelisa isivumelwano sesibhambathiso phakathi komqeshi weflethi kunye noMasipala ngaphandle kwalo naluphi na uhlobo lwesaziso kumqeshi weflethi; kunye
 - (c) nokwazisa isebe lezindlu likaMasipala ukuba angafaka omnye umntu kuloo flethi, umntu okuluhlu lokulinda, ekubhekiswa

kulo kwicandelo lesi-5.

- (3) Nayiphi na ipropati okanye izinto ezizezomqeshi weflethi okanye omnye umhlali weflethi ezifunyenwe eflethini ebekuhleli kuyo loo mqeshi kufuneka akhutshwe ngumlawuli amse kwindawo ekhuselekileyo.
- (4) Ukuba loo propati okanye ezo zinto zizezomqeshi weflethi tshintsho azikhange zibangwe kwisithuba sexesha leenyanga ezintathu emva komhla ekufakwe ngawo umntu eflethini phantsi kwamagatya eandelwana (1), ipropati yezinto zomqeshi kufuneka ithengiswe ngeyona ntlawulo ingcono nguMlawuli okanye umntu ochongwe ngumlawuli, ekufuneka emva kokuthabatha nayiphi na intlawulo eyimfuneko okanye nayiphi inkcitho eyenziweyo, uya kudiphozitha inzuzo eshiyekayo yentengiso yokuqhubeka kwiakhawunti yengeniso kaMasipala, kodwa-
 - (a) akukho nto kweli candelwana equlathiweyoengavimba umnini olilungelo lalo propati okanye izinto ezizezakhe okanye indlalifa yomqeshi oswelekileyo ilungelo lakhe kwintsalela kwinzuzo yentengiso; kwaye
 - (b) Nayiphi loo propati okanye izinto ezizezomqeshi ngokokubona koMlawuli ezingenaxabiso, zinokutshatyalaliswa okanye zilahlwe ngumlawuli okanye umntu ochongwe ngumlawuli.
- (5) Umlawuli kufuneka agcine irejista ekubhalwe nekubonakala kuyo-
 - (a) iinkcukacha zayo yonke ipropati elahliweyo okanye izinto ezizezomqeshi obekade eqeshe iflethi okanye obengumhlali kwaye, ezigcinwe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala;
 - (b) umhla wokususwa kwepropati okanye izinto ezizezomqeshi ngokwemigqaliselo yecandelwana (2), negama kunye nenombolo yeflethi yomnini/umnikazi ekubhekiswa kuye;
 - (c) (i) utyikityo lobhontsi wasekhohlo womntu obanga ubunini bepropati okanye izinto ezizezomqeshi nongumntu ekuhanjiswa kuye loo propati kubhekiswa kuyo;

okanye

(ii) iinkcukacha ezipheleleyo zesixa ekuthengiswe ngaso loo propati okanye izinto ezizezomqeshi ngokwemiqathango yecandelwana (2) kunye nomhla wentengiso;

kwaye

(d) ukuba ipropati okanye izinto ezizezomqeshi ngokwemiqathango yecandelwana(2) zitshatyalalisiwe okanye ngendlela ethile zilahliwe okanye umlawuli makenze isetifikethi esichaza ukuba ipropati okanye izinto ezizezomqeshi bezingenaxabiso.

Izithuthi, ubugoxo kunye nezinto ezinokuhanjiswa

11. (1) Kuyo nayiphi ikhompleshi, isithuthi sinokupakishwa sodwa kwindawo elungiselelwe ukupakishwa okanye ebekwe bucala ngumlawuli wokupakisha. Ukuba isithuthi sipakishwe-
 - (a) kwindawo engalungiselelwanga ukupakisha okanye engabekelwanga bucala ukupakishwa ngumlawuli, umlawuli unokucela umnini/umnikazi okanye umqhubi wesithuthi ukuba asisuse; kwaye
 - (b) kwindawo apho ukumisa isithuthi kungavumelekanga ngophawu olululo, umlawuli unokusisusa isithuthi okanye enze ukuba sisuswe sisiwe kwindawo eyalathwe ngumlawuli emva kokwazisa umnini/umnikazi okanye umqhubi kwaye, iindleko zoko kususwa zinokuhlawulwa ngumnini/umnikazi weso sithuthi;
- (2) (a) Nangona nantoni na ephikisana nokuqulethwe yile Mithetho kaMasipala, umqeshi weflethi ongumnini/umnikazi wobugoxo besithuthi okanye enye into enokuhanjiswa nengokokubona koMlawuli isemfihlakalweni okanye ukugcinwa kwayo akugunyaziswanga ngumlawuli, kungayalelwa ngumlawuli ngokubhaliweyo ukuba obo bugoxo besithuthi okanye enye into inokuhanjiswa masisuswe kwiintsuku ezilishumi emva komhla okhutshwe ngawo loo myalelo.
 - (b) Umntu ogwetywe isohlwayo esikhankanywe kwicandelo le-12(ii)

kwisithuba sexesha elichazwe ngumlawuli kufuneka esisusile eso sithuthi saphukileyo okanye loo nto inokuphakanyiswa okanye into leyo agwetyelwe yona kwaye, ukusilela kwakhe ukususa, uMasipala unokulwenza ngokwakhe olo suso aze azibuyise iindleko zakhe ezithatha kuloo mntu.

- (3) Ukuba umnini/umnikazi wobugoxo besithuthi okanye enye into enokuhanjiswa okanye engenakulandeleka, umlawuli unelungelo lokubususa obo bugoxo besithuthi okanye enye into eyenye ephathekayo sisiwe kwindawo efanelekileyo kwaye, ukuba isithuthi esaphukileyo okanye into eyenye enokuphakanyiswa ayikhange ibangwe kwisithuba seenyanga ezintathu sokususwa iya kuthengiswa kwaye inzuzo efunyenwe kolo thengiso kufuneka iqwalaselwe phantsi kwemeko emiselwe kwicandelo le-10.

Amatyala nezohlwayo

12. (1) Umntu ufunyanwa enetyala ukuba-
- (a) uyasilela okanye akakukhathalela ukuhambelana nawo nawaphi na amagatya ale Mithetho kaMasipala;
 - (b) uyasilela okanye akakukhathalela ukuhambelana nawo nawaphi amagatya esivumelwano sesibhambathiso sakhe;
 - (c) uthintela okanye uphazamisa igosa eligunyazisiweyo ekwenzeni imisebenzi yalo ekhohlelweni;
 - (d) uhlala eflethini ekhohlelweni ngaphandle kwesivumelwano sesibhambathiso phakathi kwakhe nomasipala, ngaphandle kokuba loo mntu ulilungu okanye undwendwe lomnini/umnikazi weflethi;
 - (e) ususa okanye wonakalise imbonakalo yekopi yale Mithetho kaMasipala ebekwe ngumLawuli kwindawo efanelekileyo apho kwikhohlelweni ngokuhambelana necandelo 4 (d);
 - (f) (i) uphazamisa, ulahla, ugalela inkunkuma engcolisa nayiphi na ipaseji, izitepsi, isixhobo esisetyenziswa ngabantu bonke okanye indlela ekhohlelweni ngokubeka epasejini,

ezitepsini, kwisixhobo esisetyenziswa ngumntu wonke okanye endleleni yayiphi into, isakhiwo okanye into eyonakalisa ucoceko, impilo okanye iimeko zokhuseleko ekhohompleksini okanye eyenza isoyikiso esicacileyo kukhuseleko lwakhe namphi umqeshi wekhohompleksi okanye olwekhohompleksi uqobo;

- (ii) usilela okanye akakukhathaleli ukususa loo nto, isakhiwo okanye ngokukhawuleza xa eyalelwe ngumLawuli ukuba enze njalo;
- (g) usilela okanye akakukhathaleli ukuhlawula naziphi na imali ebekufanele ukuba uzihlawule kuMasipala ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala, isivumelwano sesibhambathiso okanye nasiphi na isibonelelo esisesinye esimeselwe ngokusemthethweni;
- (h) usilela okanye akakukhathaleli ukunika umLawuli ulwazi ekubhekiswa kulo kwicandelo 4 (d);
- (i) usilela okanye akakukhathalelanga ukuphuma aphele kwiflethi eye ayabinamntu okanye eye yakho ukuba kungafakwa omnye umntu njengoko kukhankanyiwe kwicandelo 5(2) okanye uthintela umntu okhankanyiwe kwicandelo 5(2) ekubeni ahlale ngokukhawuleza eiflethini enikezwe kuoo mntu;
- (j) uthintela okanye uphazamisa okanye unqanda umLawuli okanye igosa eligunyazisiweyo ekwenzeni imisebenzi yalo ngokuhambelana necandelo 6(1), ilungelo lokungena nakweyiphi na iflethi;
- (k) ungena, ufunyanwa engaphakathi, elele eiflethini okanye wamkela ukuhlala kuyo nakweyiphi iflethi esekhohompleksini okanye kuyo nayiphi na inxalenye yekhohompleksi ngaphandle kwemvume engacangaciswanga okanye ecacisiweyo yomqeshi othile wekhohompleksi;
- (l) (i) uvuma ngokungenanjongo okanye ufunyanwa ekhohompleksini engengomhlali ngelixa engengomqeshi okanye ilungu okanye undwendwe lomhlali walapho kwaye, usilela okanye

akakukhathalelanga ukuchaza kumLawuli okanye igosa eligunyazisiweyo igama lakhe elipheleleyo, inombolo yesazisi, idilesi kunye nenkcazelo evakalayo (ngokombono womLawuli okanye igosa eligunyazisiweyo) ngobukho bakhe ekhohlelweni; okanye

- (ii) ngeenjongo unika umLawuli okanye igosa eligunyazisiweyo iinkcukacha ezingeyonyani, ezingalunganga okanye eziyinkohliso malunga negama lakhe, inombolo yesazisi, idilesi okanye ubukho bakhe apho ekhohlelweni;
- (m) usilela okanye akakukhathaleli ukuphuma ekhohlelweni wamkela xa ecelwa ukuba enze njalo ngumLawuli okanye igosa eligunyazisiweyo ngokwemiqathango yecandelo 7(2) okanye uye wala nawuphi umzamo wegosa eligunyazisiweyo wokumkhupha ekhohlelweni ngokwemiqathango yecandelo 7(2);
- (n) uthengisa, uhamba ethengisa, urhweba, unika okanye ubongoza ukuthengisa naluphi uhlobo lweempahla ekhohlelweni engayiseso eyokuba unguye okanye akanguye umqeshi walapho okanye engelolungu okanye undwendwe lomntu ongumhlali walapho;
- (o) uyeka okanye utshintshela ilungelo lakhe lokuhlala eiflethini ekhohlelweni kunye namphi omnye umntu ngaphandle kwemvume kaMasipala, mvume leyo kufuneka iqulathwe kwisivumelwano sesibhambathiso esifanelekileyo phakathi kukaMasipala kunye nalo mntu kuthethwa ngaye;
- (p) uhlala kuyo nayiphi na iflethi ekhohlelweni okanye kwinxalenye yekhohlelweni engeyiyo leya wayevunyelwe ukuba ahlale kuyo ngokwemiqathango yesivumelwano sakhe noMasipala;
- (q) usebenzisa iflethi esekhohlelweni okanye nayiphi na inxalenye yekhohlelweni okanye nasiphi na isixhobo okanye izinto zekhohlelweni ezinje (ngombane, amanzi, umhlaba okanye indawo yokupakisha) ukuqhuba naliphi na ishishini okanye enye indlela eyenye yokurhweba ekhohlelweni okanye kufuphi nayo;
- (r) wonakalisa iflethi ekhohlelweni ngeenjongo okanye ngokungakhathali okanye kuyo nayiphi na inxalenye eyenye

yekhompleksi;

- (s) usilela okanye akakukhathalelanga ukugcina iflethi yakhe ikwimeko intle, ecocekileyo nekunokuhlalwa kuyo okanye ukugcina ipaseji ephambi kweflethi yakhe icocekile kwaye, ikwimeko ekhuselekileyo;
- (t) uhlamba, ucoca okanye ulungisa iimpahla, amalaphu, izixhobo zokutya okanye ezinye izinto zakhe ezizezinye okanye ezendlu nakuyiphi na indawo ekhompleksini engaphandle kwendawo ebekelwe bucala loo njongo;
- (u) usilela okanye akakhathalelanga ukusebenzisa isitya esibekwe nguMasipala sokulahla inkunkuma okanye izixhobo ezingazukuphinda zisebenze okanye ukuhambelana ngokungqongqo neMithetho kaMasipala ebhekisele ekuLahlweni kwezinto eziqinileyo phantsi kwayo nayiphi na imeko;
- (v) ugcina eflethini yakhe esekhompleksini okanye nandawoni na ekhompleksini isilwanyana okanye isilwanyana sasekhaya okanye uvumela nabani na ukuba agcine isilwanyana okanye isilwanyana sasekhaya;
- (w) ubeka, ugcina okanye uvumela ukuba kubekwe okanye kugcinwe nayiphi inkunkuma, iimpahla, into, ifenitshala okanye ezinye izinto zakhe zalo naluphi uhlobo nayiphi ipaseji kwenye indawo ekuhlalwa kuyo kwingingqi yekhompleksi;
- (x) uxhoma naliphi ilaphu okanye iimpahla okanye uvumela naliphi ilaphu okanye iimpahla ukuba zixhonywe ngaphandle efestileni okanye kwifestile yeflethi esekhompleksini okanye kwibhalkhoni okanye kuyo nayiphi na inxalenye yekhompleksi engeyiyo le ndawo ebekelwe loo njongo;
- (y) utshintsha ubhucabhuca okanye wonakalisa nayiphi na into yombane okanye nayiphi into efakwe ngaphakathi okanye ngaphandle kwiflethi esekhompleksini okanye kuyo nayiphi inxalenye yekhompleksi;
- (z) ugcine eflethini esekhompleksini, naphi na ekhompleksini, into enokutshisa, eyingozi okanye isixhobo esinokubeka emngciphekweni impilo okanye ukhuseleko lomnye umntu;

- (aa) uhlasela, unyelisa okanye woyikisa nawuphi na umqeshi okanye omnye umntu ekhohlelweni okanye uthuke esebenzisa ulwimi olungcolileyo, olonyelisayo okanye oloyikisayo okanye isimo ngakumhlali okanye omnye umntu ekhohlelweni okanye woyikisa okanye wenza isenzo sobundlobongela kumqeshi okanye uvumela ukuba kwenziwe nasiphi isenzo ekhohlelweni, senzo eso ngokokubona komLawuli sibangela okanye sinokubangela inkathazo kuMasipala, kuye nawuphi na umqeshi okanye omnye umntu ekhohlelweni okanye ebumelwaneni;
- (bb) uqhuba okanye ugcina izindawo yomntu othengisayo okanye ubamba, uququzelela okanye uthathe inxaxheba kuyo nayiphi na intlanganiselo okanye umbhuyo wokunyusa imali okanye omnye umbhuyo okwisakhiwo okanye kwindawo evulekileyo okanye kwindawo yokupakisha yekhohlelweni ngaphandle kwemvume yomLawuli ebhalwe phantsi;
- (cc) ususa, ubhucabhuca okanye wonakalisa nawuphi umbhobo wamanzi okucima umlilo, isicimi-mlilo okanye esinye isixhobo sokucima umlilo sekhohlelweni okanye usebenzise loo mbhobo, eso sicimi-mlilo okanye isixhobo sayo nayiphi injongo ngaphandle kwale bekulindeleke ukuba sisetyenziselwe yona;
- (dd) uphosa nantoni na, inkunkuma ngefestile, ngomnyango okanye kwibhalkhoni yeflethi esekhohlelweni okanye kuyo nayiphi inxalenye yekhohlelweni okanye wenza nasiphi isenzo zokunyengeza okanye ukungcolisa kumhlaba wekhohlelweni ngokwaphula iMithetho kaMasipala yokuLahla izinto eziqinileyo ezingazukuphinda zisebenze;
- (ee) uthengisa okanye ubongoza ukuthengisa kuyo nayiphi na iflethi esekhohlelweni okanye kuyo nayiphi na inxalenye yekhohlelweni nasiphi isiyobisi, intsangu okanye nasiphi isiyobisi esenzisa umkhuba owenza into okanye nabuphi na utywala obunxiliso okanye nabuphi na utywala njengoko kuchaziwe kuMithetho ka-1989 wotywala;
- (ff) uphazamisa abantu behleli ngoxolo nangokuzola ekhohlelweni ngokuthetha, ukungxola okanye ukukhala kwisandisi-sandi

(imakhrofowuni) okanye isandisi-zwi (ilawudispikha) okanye esinye isixhobo esibangela ingxolo okanye ngokudlalela phezulu umculo;

- (gg) ubangela okanye udala nayiphi imeko ekhomplesini ecaphukisayo, elimenzayo okanye eyingozi kwimpilo nakukhuseleko lakhe namphi umntu ongomnye okhoyo apho ekhomplesini;
- (hh) upakisha isithutthi kwindawo engeyiyo eyenzelwe loo njongo okanye ebekwe bucala ngumLawuli ngenjongo zokupakisha okanye usilele okanye akakukhathalelanga ukususa kwangoko isithuthi ebesipakishile xa ecelwe ngumLawuli okanye igosa eligunyazisiweyo ukuba asisuse ngokwemiqathango yecandelo 11(1);
- (ii) usilela okanye akakukhathalelanga ukususa ubugoxo besithuthi okanye into ehambisekayo ukususa into ngexesha elichaziweyo ngokubhalwe phantsi ngumLawuli ngokwemiqathango yecandelo 11(2);
- (jj) uphazamisa abantu behleli ngoxolo nangokuzola ekhomplesini ngokungxola, ethukisela, exabana okanye ngokusebenzisa ulwimi olunamanyala, olunyelisayo, oluthukayo okanye oloyikisayo okanye ngokuziphatha ngokungafanelekanga, ngendlela ephazamisayo okanye enobundlobongela;
- (kk) Uququzelele, wenze okanye uthathe inxaxheba kuso nasiphi na isenzo sokungcakaza ekhomplesini okanye uququzelela, uqhube okanye uthatha inxaxheba kuwo nawuphi na umdlalo okanye ulonwabo ekhomplesini ekulindeleke ukuba ubangele uphazamiso, inkathazo okanye ukucaphukisa kuye namphi umqeshi wekhomplesini okanye ekulindeleke ukuba ukhokelele kukungamkelwa ngabantu okanye kubhukuqo lwemigangatho yokuziphatha ekhomplesini.

(2) Nabani na ofunyenwe enetyala elikhankanywe kwicandelwana (1) ukwimfanelo-

- (a) yokugwetywa isohlwayo okanye xa ehluleka ukuhlawula eso sihlwayo aye entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga

kwiinyanga ezili-12; kwaye

- (b) kwimeko yokuqhubeka kwesohlwayo, ukongeza kwisohlwayo sosuku usuku ngalunye lokuqhubeka kwesohlwayo okanye ukusilela ukuhlawula eso sohlwayo songeziweyo kumlinganiselo wesithuba sexesha lentolongo elongeziweyo kusuku ngalunye lokuqhubeka kwesohlwayo kodwa, ixesha lawo nawuphi na umlinganiselo wesohlwayo esongezelelweyo sokuya entolongweni asidluli kwiinyanga ezintathu nenkundla yamatyala xa igweba nabani na isohlwayo ekubhekiswa kulo-
- (i) kwicandelwana (1)(g), (hh) okanye (ii) inokuyalela intlawulo yaso nasiphi na isixa nguloo mntu kwaye, ihlawulwe kuMasipala ngesithuba sexesha njengoko inkundla inokumisela;
- (ii) kwicandelwana (1) (d), (g), (I), (k), (o) okanye (p) ukongeza nakwesiphi isohlwayo kunokukhutshwa umyalelo oya kuloo mntu ekhomplesini emva kokuba isivumelwano sesibhambathiso sakhe sirhoxiswe ngokufanelekileyo nguMasipala;
- (iii) kwicandelwana (1) (R), (y) okanye (cc) kunokuyalelwa loo mntu ukuba alungise nawuphi na umonakalo ngeendleko zakhe okanye ahlawule iindleko kuMasipala zawo nawuphi umonakalo awenzileyo ekhomplesini okanye kwinxalenye yayo.

Ukubhangiswa kwemithetho kaMasipala

13. UMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 loMthetho nomb.32 ka-2000 weNkqubo zikaMasipala wazisa ukuba uyayirhoxisa kwaye, uyayibhangisa yonke iMithetho kaMasipala eBhekisele kuLawulo lweeFlethi zikaMasipala okanye eziphantsi koLawulo loMasipala waseMbizana kwingingqi yolawulo loMasipala waseMbizana.

Isihloko esifutshane kunye nokusungulwa kwayo

14. (1) Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala eBhekisele kuLawulo lweeFlethi zikaMasipala okanye eziphantsi koLawulo loMasipala waseMbizana iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye ngemihla emiselwe liBhunga ngokupapasha kwiGazethi yePhondo leMpuma Koloni.
- (2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokuqalisa ukusebenza kwayo kwiindawo ezahlukeneyo.

No. 8

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YAMATHALA EENCWADI KUNYE
NEENKONZO ZOLWAZI**

UYILO LOKU-1

IMITHETHO KAMASIPALA YAMATHALA EENCWADI KUNYE NEENKONZO ZOLWAZI

UMphathi woMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 loRhulumente woMasipala: uMthetho ka-2000 weNkqubo kaMasipala (uMthetho nomb. 32 ka-2000), ufundwa necandelo lama-62 loMgaqo-siseko ka-1996 weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, (uMthetho nomb.108 ka-1996) ipapasha iMithetho kaMasipala waseMbizana yamaThala eEncwadi kunye neeNkonzo zoLwazi evunywe liBhunga likaMasipala.

1. IINKCAZELO

Kule Mithetho kaMasipala ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into kwaye, naliphi na igama okanye inkcazele entsingiselo yayo echongwe kuMthetho weenkqubo kaMasipala kufuneka inalo nkcazele, kwaye-

"intlwawulo" ithetha nasiphi na isohlwayo okanye iintlobo ngeentlobo zentlawulo ezihlawulwa kwithala leencwadi njengoko kumiselwe liBhunga ixesha nexesha.

"iBhunga" lithetha: iBhunga likaMasipala waseMbizana okanye abo bangene endaweni yalo kunye nayiphi na ikomiti okanye umntu onguMthunywa weBhunga okanye othunywe nguMthunywa obethunyiwe kulo naliphi na igunya ngokwemiqathango yeCandelo lama-59 loMthetho ka-2000 weNkqubo kaRhulumente woMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2000);

"ixesha lokuboleka" lithetha ixesha lokubolekisa ngaphandle ngezixhobo ezahlukeneyo zethala leencwadi njengoko kumiselwe liBhunga;

"unoncwadi" uthetha igosa (okanye ummeli walo) elichongwe liBhunga ukuba lilawule ithala leencwadi;

"izixhobo zethala leencwadi" zithetha iincwadi, amaphepha-ncwadi, amaphepha-ndaba, imibhalo ebhaliweyo, imifanekiso, amaxwebhu, izibhengezo, umculo oshicilelweyo, izixhobo ezivakalayo nezancedisa ekufundiseni, nokuba ziyipropati yeBhunga okanye zibolekwe kulo nezithi zifumaneke ukuba zifundwe ngenyameko, zifundwe, kwenziwe ikopi okanye ibolekwe kwithala leencwadi;

"iveki yethala leencwadi" ithetha isithuba sexesha elingangeveki enye enyakeni okanye nangaphezulu njengoko kumiselwe nguMbutho woMzantsi Afrika weThala leencwadi neeNkonzo zoLwazi ngexesha lokukhuthazwa kwazo;

"ilungu" lithetha nabani na okanye nawuphi na umbutho obhalise njengelungu lethala leencwadi;

"ithala leencwadi" lithetha ithala leencwadi elizimisele ekuboneleleni nasekunikeni ulwazi kuzo naziphi na iintlobo ezimbini nangaphezulu imibhalo ebhalwe

ngokubonakalayo, ngezixhobo ezivakalayo nezibonakalayo ezincedisa ekufundiseni, neendlela zekhompyutha kwaye, oko kuquka nezixhobo eziphakathi kwithala leencwadi nezinako ukunika ngolwazi ngezo ndlela;

"uMthetho weeNkqubo zikaMasipala" uthetha uRhululumente woMasipala: uMthetho ka-2000 weeNkqubo zikaMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2000);

"umbutho" uthetha umbutho ongangenisi ngeniso okanye inkampani okanye umbutho wenkcubeko onomgaqo-siseko;

"umntu odla umhlalaphantsi" uthetha umntu oneminyaka engama-60 nangaphezulu;

"intlawulo emiselweyo" ithetha intlawulo emiselwe liBhunga ngesisombululo;

"umhlali" uthetha umntu ohlala, osebenza, ongumnini/mnikazi weprophati okanye umhlawuli werhafu okanye oqeshwe kwingingqi yolawulo lweBhunga;

"undwendwe" luthetha umntu ohlala, osebenza okanye ofunda kangangesithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintathu zilandelelana kwindawo yolawulo weBhunga.

UKUSETYENZISWA KWETHALA LEENCWADI

(2) (1) Nabani na owamkelweyo kwithala leencwadi liBhunga angazisebenzisa izixhobo zethala leencwadi kwiiyure ezisesikweni zokusebenza. Ukuba umntu unqwenela ukuboleka izixhobo zethala leencwadi, loo mntu kufuneka aqale ngokubhalisa njengelungu aze ahlawule intlawulo emiselweyo.

(2) Unoncwadi unoku-

(a) misela ngokokubona kwakhe elona nani likhulu labantu abanokuvunyelwa ukuba babe yinxalenye yethala leencwadi ngexesha elimiselweyo kwaye, ngokwenza njalo unokuba usebenz isa ulawulo lokungena olufanelekileyo;

(b) yalela ilungu okanye omnye umntu ongomnye ukuba alishiye ithala leencwadi ngaso nasiphi na isizathu esivakalayo.

UBULUNGU

3. (1) Isicelo sokuba lilungu okanye amalungelo okundwendwela kufuneka enziwe kwifomu emiselwe liBhunga, fomu leyo ekufuneka inolwamkelo ekubhekiswa kulo kwicandelwana (2)(a)(ii).

(2) IBhunga linoku-

- (a) bunikezela nakubani na ubulungu bethala leencwadi ohlala, okanye oqeshwe kwingingqi yolawulo lweBhunga okanye ongumrhafi weBhunga, ngokubhekisele kumagatya amiselwe liBhunga kwaye, loo mntu kufuneka-
- (i) ahlawule intlawulo emiselweyo yokuba lilungu;
 - (ii) avume ukuzibophelela ngemigaqo-nkqubo yeBhunga yokuqhuba ishishini lethala leencwadi eyamkelwe liBhunga;
- (b) nikezela ngobulungu bethala leencwadi kumntwana okwisikolo sabantwana abandulela ibanga lokuqala esikolweni okanye kumntwana ohamba isikolo ukuba abazali okanye abameli babo bayavuma ngokubhala phantsi ukuba baqinisekise ukumjonga umntwana lowo xa esebenzisa ezo ncwadi ngokwamagatya eMithetho kaMasipala kunye nemigaqo yokuqhuba ishishini lethala leencwadi elamkelwe liBhunga;
- (c) nikezela ngobulungu bethala leencwadi kumntu ohlala ngaphandle kwengingqi yolawulo kwaye, nongenguye umnini/umnikazi weprophati kwingingqi yolawulo lweBhunga okanye umrhafi weBhunga ngokwaloo meko njengoko kunokumiselwa ixesha nexesha;
- (d) khupha isatifikethi sokuba lilungu esigunyazisa ilungu ukuba lingaboleka kwithala leencwadi obo bungakanani bezixhobo zethala leencwadi njengoko kunokumiselwa liBhunga ixesha nexesha;
- (e) ikhadi lokuba lilungu lethala leencwadi kufuneka likhutshwe kwilungu ngalinye ligunyazisa ilungu ukuba lingaboleka kwithala leencwadi obo bungakanani bezixhobo zethala leencwadi njengoko kunokumiselwa liBhunga ixesha nexesha;
- (f) khululela nawuphi na umfaki-sicelo ubulungu umntu olihlwempu okanye oza kukhupha inxenye yentlawulo emiselweyo;
- (3) Ikhadi lokuba lilungu lisebenza ukusukela ngomhla elikhutshwe ngawo kangangesithuba sexesha elimiselwe liBhunga ixesha nexesha kwaye, ubulungu bomntu okhutshelwe elo khadi, buphelelwa emva kwelo xesha, ngaphandle kokuba liye lahlaziywa ngaphambi kwexesha lo'kuphelelwa.
- (4) Ilungu elinqwenela ukurhoxisa ubulungu balo kwithala leencwadi kufuneka -

- (a) lazise unoncwadi ngokubhala phantsi;
 - (b) libuyise ikhadi okanye amakhadi akhe okuba lilungu asegameni lakhe; kwaye
 - (c) ngaxeshanye libuyisele kunoncwadi zonke izixhobo ebelizibolekile ezikuye;
- (5) Xa ilungu liye latshintsha idilesi kufuneka lazise unoncwadi ngokubhala phantsi kwiintsuku ezisi-7 ngolo tshintsho lwedilesi;
- (6) Ukuba isixhobo sethala leencwadi asibuyiswanga loo mntu ngokwemiqathango yecandelo lesi-8(2) yotshintsho olufanalekileyo kunye nobutyala;
- (7) Xa ikhadi lobulungu lilahlekile ilungu kufuneka kwangoko lazise unoncwadi ngokubhala phantsi kwaye, -
- (a) unoncwadi xa kuhlawulwe iintlawulo ezimiselweyo kufuneka akhuphe isatifikethi sesibini seso satifikethi besele sikhutshiwe;
 - (b) ukuba isatifikethi sobulungu ebesilahlekile siye safunyanwa isatifikethi sesibini seso besele sikhutshiwe kufuneka sibuyiselwe kunoncwadi kwangoko;
 - (c) ukuba ilungu lenze isaziso ngokwemiqathango yomhlathi (a) kufuneka elo lungu ngaphandle kwamagatya ecandelo (8)(1) lingabi naxanduva ngokwemiqathango yecandelo elichaziweyo ngokubhekisele kuzo naziphi na izixhobo ebezibolekwe ngesatifikethi sobulungu esilahlekileyo emva komhla weso saziso;
- (8) Umntu ohlala kangangesithuba sexesha esingekho ngaphantsi kweenyanga ezintathu kwingingqi yolawulo lweBhunga, unokubhalisa njengondwendwe ukuba-
- (a) afake isicelo sokwenza olo bhaliso kwifomu emiselwe liBhunga kwaye, angenise ubungqina bokuba ungubani na obuyimfuneko kunye neenkukacha njengoko kumiselwe liBhunga; kwaye
 - (b) enze idiphosithi emiselweyo kunoncwadi;
 - (c) unoncwadi usamkele eso sicelo.
- (9) Idiphosithi ekhankanywe licandelwana (6)(b) kufuneka ibuyiselwe kwilungu xa lifake isicelo , ukuba naliphi na ilungu alisihlaziyi isatifikethi salo sobulungu

ekubhekiswa kuso ku (1) (d) kwisithuba seenyanga ezintathu emva kwesithuba sokuphelelwa kwexesha lokusebenza, loo diphozithi kufuneka itshone kwiBhunga. Kolo buyiselo okanye utshono ubhaliso lwelungu kufuneka lurhoxiswe.

(10) Nabani na egameni lawo nawuphi na umbutho okanye iqumrhu eliyelele apho ukuba angagunyaziswa nguloo mbutho okanye iqumrhu unokufaka isicelo kwifomu emiselweyo liBhunga ukubhaliswa kwalo mbutho okanye iqumrhu njengelungu lethala leencwadi.

UKUBOLEKWA KWENTO YETHALA LEENCWADI

4. (1) Isixhobo sethala leencwadi kufuneka sithathwe njengesibolekiweyo kwithala leencwadi lilungu ekusetyenziswe ikhadi lalo lobulungu ukuboleka isixhobo.

(2) Akukho mntu kufuneka enaso nasiphi na isixhobo sethala leencwadi esingabolekwanga ngekhadi lobulungu.

(3) Isixhobo sethala leencwadi esinophawu lwethala leencwadi okanye eloRhulumente wePhondo leMpuma Koloni nekungekho mboniso osesikweni wokuba sirhoxisiwe, sisusiwe okanye sathengiswa, iseyipropati yeBhunga okanye uRhulumente wePhondo leMpuma Koloni.

(4) (a) Ilungu eliboleka incwadi kwithala leencwadi kufuneka liqondisise ukuba eso sixhobo lisibolekayo asonakalanga na kwaye, ukuba sonakele kufuneka lichazwe unoncwadi;

(b) unoncwadi kufuneka isixhobo esonakeleyo asisuse singazubolekwa: Ukuba eso sixhobo asisuswanga senziwa sanako ukuba singabolekwa umonakalo lowo waso kufuneka uchazwe/ubhalwe kuso.

5. UKUBUYISWA KWENTO YETHALA LEENCWADI

Ilungu kufuneka lisibuyise isixhobo sethala leencwadi ebelisibolekile kunoncwadi lungadlulanga usuku lokugqibela lesithuba sexesha loboleko kodwa-

(a) iBhunga linako ukwandisa isithuba sexesha loboleko lwaso nasiphi na isixhobo sethala leencwadi ekungekho lungu lisifunayo emva kokuqwalasela isicelo soko lilungu elo beliboleke isixhobo sethala leencwadi kangangesithuba sexesha esingadlulanga kumatyeli amabini okuqhubeka nokuboleka;

(b) ilungu kufuneka lithathe uxanduva lokubuyisa isixhobo sethala

leencwadi ebelisibolekile kwaye ukuba elo lungu alikhange likwazi ukusibuyisa eso sixhobo ngokwalo lingasibuyisa ngenye indlela engenye;

- (c) Ilungu ebeliboleke isixhobo sethala leencwadi singasigcini ngaphezulu kweentsuku ezintathu emva kokufumana isaziso esibhaliweyo esivela kunoncwadi esithi masibuyiswe eso sixhobo.

INTO YETHALA LEENCWADI EDLULELWE LIXESHA

6. (1) Ukuba ilungu alisibuyisi isixhobo sethala leencwadi ebelisibolekile ngekhadhi laso lobulungu kwisithuba sexesha elichazwe kwicandelo (5)(a) okanye kuso nasiphi na isithuba esimiselwe iBhunga ngokwemiqathango yonciphiso kwelo candelo njengoko kunokuba njalo, elo lungu linoxanduva lokuhlawula kwiBhunga isohlwayo esimiselweyo seveki nganye ekubhekiswa kuyo ngexesha elo lungu lisasilela ukubuyisa eso sixhobo sethala leencwadi.

(2) IBhunga linokukhulula nabani na kwintlawulo yeso sohlwayo ukuba lanelisekile lusilelo lokubuyisa isixhobo sethala leencwadi olungenxa yeemeko ezingaphaya kolawulo lomboleki.

(3) Ukuze iBhunga lisifumane isixhobo esidlulelwe lixesha singabuyiswa kukuba limisele ixesha lokubuyisa lasimahla elingenasohlwayo isithuba sexesha de sibe sinokubuyiswa isixhobo sethala leencwadi;

(4) Unoncwadi ngamnye kufuneka aqinisekise ukuba imigaqo kunye neentlawulo zezixhobo ezidlulelwe lixesha ibekwe emboniselweni eselubala kwelo thala leencwadi.

(5) IBhunga linokuthatha amanyathelo omthetho ukubuyisa izixhobo zethala leencwadi kunye neentlawulo ezimiselweyo okanye umonakalo ohlawulwe ngokunxulumene noko kwilungu.

UKUBEKWA BUCALA KWENTO YETHALA LEENCWADI

7. Ilungu emva kwentlawulo emiselweyo linokusibekelwa isixhobo sethala leencwadi-

- (a) Ukuba intlawulo emiselweyo yenziwe kwangaphambili;
- (b) kwaye akukho sixhobo sethala leencwadi siya kugcinwa ngaphezulu kwesithuba sexesha elibekiweyo ngunoncwadi okanye ummeli amgunyazisielyo.

UKULAHLEKA NOKONAKALA KWENTO YETHALA LEENCWADI

8. (1) Kufuneka kubhalwe kwikhadi lobulungu ukuba xa lithe ilungu lalahla okanye

lonakalisa isixhobo sethala leencwadi, elo lungu liya kuba noxanduva ngokwemiqathango yecandelwana (2) lokuhlawula kwiBhunga intlawulo emiselweyo.

(2) Isixhobo sethala leencwadi esingabuyiswanga kwiintsuku ezili-100 ukusukela ngomhla wokubolekwa kwaso kufuneka sithathwe njengesilahlekileyo kwaye, ilungu lokugqibela ukusiboleka kwangoko liya kuba noxanduva lokubuyisa iindleko okanye intlawulo emiselweyo ngokokubona kononcwadi.

(3) Ukuba isixhobo sethala leencwadi siye salahleka okanye sonakaliswa okanye sathathwa njengesilahlekileyo ngokwemiqathango yecandelwana (2), ilungu ekwabolekwa ngekhadi lalo lobulungu isixhobo sethala leencwadi kufuneka ukongeza kuso nasiphi na isohlwayo okanye intlawulo engenye ekufaneleke ukuba ayihlawule njengoko kutshiwo kwisixhobo sethala leencwadi liya kuba noxanduva lokuhlawula ixabiso lokuba ithengwe okanye intlawulo yokulungisa eso sixhobo njengoko kunokumiselwa liBhunga ngaphandle kokuba uye weza nenye ikopi ekwixabiso elilinganayo nekopi evunyiweyo liBhunga.

(4) Isixhobo sethala leencwadi esilahlekileyo okanye esonakeleyo kufuneka sihlale siyipropati yeBhunga okanye uRhulumente wePhondo leMpuma Koloni nokuba intlawulo emiselweyo ihlawulwe ngokunxulumene noko okanye iindleko zokubuyiselwa kwenye kuhlawulwe kwiBhunga.

(5) Ukuba isixhobo sethala leencwadi siye sabuyiswa lilungu kwafumaniseka ukuba sinako ukulungiseka, ilungu kufuneka lihlawule ukulungiswa okanye intlawulo yokuzibophelela efunwa liBhunga phambi kokuba livunyelwe ukuba liqhubeke nokuboleka isixhobo sethala leencwadi.

(6) Akuyi kuqhutyekwa nokubolekwa ilungu isixhobo sethala leencwadi elinoxanduva ekubhekiswa kulo ngokwemiqathango yecandelwana (1).

UKUPHATHWA KWENTO YETHALA LEENCWADI

9. Ilungu eliboleke isixhobo sethala leencwadi okanye sisisebenzisa kulo liyazibophelela-

- (a) ukusigcina eso sixhobo sikwimeko ecocekileyo;
- (b) ukusikhusela eso sixhobo kuko nakuphi na ukonakala;
- (c) ukuqinisekisa ukuba eso sixhobo asonakaliswanga, ayonakaliswanga inkangeleko yaso, asiphawulwanga okanye asishwatyaniswanga;
- (d) ukuqinisekisa ukuba akukho nxalenye yesixhobo sethala leencwadi okanye nakuphi na ukogqunywa okukhuselekileyo okanye kukho

nakuphi na ukwaziwa kwaso okususiweyo;

(e) ukubolekisa ngaso nasiphi na isixhobo nakubani na ogunyaziswanga.

UKUBA SEMNGCIPHEKWENI WEZIFO EZOSULELAYO KWENTO YETHALA LEENCWADI

10. (1) Akukho mntu unesifo esosulelayo kufuneka ebolekwe okanye ephathe nasiphi na isixhobo sethala leencwadi kwaye, akukho mntu kufuneka avumele ukuba omnye umntu onesifo esosulelayo aphaathe eso sixhobo sethala leencwadi asibolekiweyo ukuba oko kuphatha kuya kubeka emngciphekweni wengozi okanye olo sulelo ngayo nayiphi na indlela.

(2) Amagatya eandelwana (1) akwasetyenziswa nakuye nabani na ojonge okanye oqwalasele umntwana owaziwayo nguloo mntu ukuba uneso sifo esinobungozi kakhulu.

(3) Isaziso sengulo enobungozi kakhulu enemizekelo eyaziwayo kufuneka siboniswe elubala kwindawo efanelekileyo kwithala leencwadi.

(4) Nabani na onezo zixhobo zethala leencwadi ebezithathe kwithala leencwadi ezazikumngcipheko wesifo esosulelayo kufuneka kwangoko azise unoncwadi ngeso sixhobo esthala leencwadi ebisemngciphekweni.

INTO YETHALA LEENCWADI EYENZELWE IINJONGO EZIKHETHEKILEYO

11. (1) Isixhobo sethala leencwadi esenzelwe imeko ekhethekileyo sinokusetyenziswa kuphela kwiindawo zethala leencwadi ezibekelwe bucala kulungiselelwe ezo meko zikhethekileyo liBhunga kwaye, kufuneka singasuswa kwinxalenye yethala leencwadi ngaphandle kwemvume kanoncwadi.

(2) Akukho mntu unesixhobo sethala leencwadi esitsalwe kwicandelo lereferensi yethala leencwadi unokusigcina isithuba sexesha elingaphezulu kwemizuzu elishumi emva kokuba unoncwadi eyifunile incwadi ukuba ibuyiswe.

UKUVELISWA NGOKUTSHA KWESIXHOBO SETHALA LEENCWADI

12. (1) Nabani na unokuyisebenzisa ifeksi nomatshini wokufothostata izixhobo zethala leencwadi ngokubhekisele-

(a) kuhlawulo lwentlawulo emiselweyo;

(b) kuxhotyiso olwenziwe nguye lokwenza inkcazo ebhalwe phantsi isizathu akufunela kona ukufothostata okanye ukuvelisa ngokutsha ngokufota ngeenjongo zokukhusela uncwadi, imidlalo, umculo,

imisebenzi yobugcisa ebalulweyo kuMthetho ka-1965 wamaLungelo obunini njengoko ulungisiwe kwaye, naluphi ulungiso okanye ukufakwa kunye nenguqu zamva okanye ufakelo into kulo mthetho.

(2) Unoncwadi kufuneka abeke elubala amacandelo afanelekileyo kolo wiso-mthetho kwindawo ebonakalayo kwithala leencwadi elichaphazelekayo.

(3) Imvume kanoncwadi kufuneka ifunyanwe ngaphambi kokuba nasiphi na isixhobo sethala leencwadi okanye into ekwithala leencwadi iveliswa ngokutsha ngokufotwa, ibhanyabhanya, islayidi okanye nangayo nayiphi na indlela.

(4) Xa enikezela okanye esala ngemvume ngokwemiqathango yecandelwana (2) unoncwadi unokuqaphela ubukho bomonakalo owenziwe kweso sixhobo okanye kuloo nto njengesiphumo sokuphathwa ngenjongo yokwenza imveliso ngokutsha kwaye, kuya kuyibonakalisa imeko njengoko kungayimfuneko ukuthintela umonakalo onjalo kweso sixhobo.

UKUSETYENZISWA KWEHOLO YEMICIMBI YAMAQELA

13. Ukwamkelwa kokusebenza kwamaqela kugunyaziswa kwiBhunga ngokweemeko njengoko iBhunga linokumisela.

IYURE ZOKUSEBENZA KWETHALA LEENCWADI

14. Iyure ezimiselwe liBhunga zamaxesha okuvulwa kwalo naliphi na ithala leencwadi ukuba lisetyenziswe luluntu kufuneka liboniswe kwisaziso esisemnyango okanye ngasemnyango wethala leencwadi ekubhekiswa kulo kwaye, kufuneka kubhalwe-

(a) iintsuku neeyure ithala leencwadi elivula nelivala ngazo;

(b) iiyure ekuvulwa ngazo nalapho ukusetyenziswa kwelo thala leencwadi okanye naliphi na icandelo livumeleke kubantu abadala.

UKUQESHWA KWEHOLO YABAPHULAPHULI (IODITHORIYAM) KUNYE NAMAGUMBI OKUFUNDISELA OKANYE INDAWO YEMIBONISO, IIFILIMU OKANYE IINKQUBO ZEMIBONISO KWITHALA LEENCWADI

15. (1) IBhunga linokuqeshisa amalungu okanye abantu abangabanye, nayiphi na iholo yabaphulaphuli, igumbi lokufundisela okanye indawo kwalapho kwithala leencwadi ngokuhlawula intlawulo emiselweyo ngenxa yoko, ngenjongo yokufundisa, ukuxoxa, ukwenza intetho, ukubonisa umboniso, ifilimu, iinkqubo zoludwe lwemiboniso ezifuna imeko yethala leencwadi okanye ezidibanisa ukusetyenziswa kwesixhobo sethala leencwadi.

(2) Isicelo sokuqeshiswa ngaso nasiphi na isixhobo kufuneka kubhalelwe unoncwadi

(3) Ngaphandle kwamagatya ecandelo (14) (1), ezo zixhobo zinokwenziwa zibekhona ngaphandle kwentlawulo-

- (a) kwimibutho exhasa amagatya eenkonzo zethala leencwadi;
- (b) kwimisebenzi ethile njengoko iBhunga ixesha nexesha linokumisela ngokubanzi okanye ngokukhethekileyo.

UKUJONGWA KWEZITISHI ZE-INTANETHI

16. Nabani na unokusisebenzisa isitishi sethala leencwadi sokujonga i-intanethi apho iBhunga lizenze zakhona izixhobo zokwenza oko ukuba-

- (a) uhlawule intlawulo emiselweyo ngenxa yoko;
- (b) ufumene imvume kunoncwadi;
- (c) ufumene isithuba sexesha elikhulu sokusetyenziswa njengoko kunokumiselwa ngunoncwadi;
- (d) ufumene imigaqo yokuzikhuphelela uluhlu lweenkqubo ezifakwa kwikhompyutha kuyo nayiphi na **ihardware** enesitishi sokujonga i-intanethi;
- (e) uyavuma kwaye ukulungele ukuhlawula iindleko zokulungiswa nawuphi na umonakalo owenziwe ngabom okanye ngokungakhathali kwisixhobo se-intanethi ngexesha besisetyenziswa nguye;
- (f) uyavuma kwaye uwuqwalasele umgaqo-nkqubo weBhunga nge-imeyile nangokusetyenziswa kwe-intanethi ekufuneka ubekwe elubala kwisitishi ngasinye sethala leencwadi.

UKUQESHA KWENDAWO YEMULTIMEDIA KWINDAWO YETHALA LEENCWADI

17. (1) Ithala leencwadi le*multimedia* linokwenziwa lifumaneke nakubani na ofake isicelo ngenxa yoko waza wahlawula ngaphambili intlawulo emiselweyo;

(2) Nabani na okanye nawuphi na umntu onqwenela ukuqesha ithala leencwadi kufuneka enze ubekelo labucala kunye nononcwadi olawulayo ngokuhlawula ngaphambili intlawulo emiselweyo;

(3) Ukuqesha kwethala leencwadi le-multimedia kufuneka kwenziwe ngokwezo meko njengoko ithala leencwadi linokumisela.

UKUSEBENZA KOBUGCISA KWITHALA LEENCWADI

18. (1) Wonke umculo obhaliweyo kufuneka ufumaneke kwindawo yokubolekisa

ngaphandle kwemali kumalungu amadala nemibutho ebhalisileyo;

(2) Izixhobo ezingabolekisiyo zinokumiselwa ngunoncwadi wokusebenza kobugcisa kwithala leencwadi ngokokubona kwakhe;

(3) Umculo obhaliweyo neorkhestra okanye wamazwi amaninzi anokwenziwa afumaneke kwiiokhestra, kumathala eencwadi esikolo nasezikwayarini ngesicelo esibhaliweyo nangokuhlululwa kwentlawulo emiselweyo.

UXANDUVA LOKULAHLEKA NOKWENZAKALA

19. (1) IBhunga alinaxanduva lwawo nawuphi na umonakalo, ilahleko, okanye ukubiwa kwayo nantoni na ekuziwe nayo kwithala leencwadi lilungu loluntu.

(2) IBhunga alinaxanduva lwalo naliphi na ibango okanye ingozi yokwenzakala kwelungu loluntu ngelixa likwizakhiwo zethala leencwadi okanye ngexesha ebelisebenzisa ngalo nasiphi na isixhobo sethala leencwadi.

UKUXHONYWA KWEMITHETHO KAMASIPALA KWITHALA LEENCWADI

20. (1) Unoncwadi kufuneka abeke ikopi yale Mithetho kaMasipala kwindawo eselubala kwithala leencwadi abonise abasebenzisi bethala leencwadi xa kufanelekile.

(2) Kulo naliphi na ithala leencwadi kufuneka kuxhonywe elubala isaziso sokuba iBhunga okanye amagosa eofisi okanye abasebenzi bethala leencwadi abayi kuba noxanduva lwako nakuphi na ukwenzakala okanye ilahleko eyehlele nabani na obesebenzisa isakhiwo okanye isixhobo sethala leencwadi.

AMATYALA

21. Nabani na-

- (a) oqhuba okanye othatha inxaxheba kwincoko, ukufundela phezulu, ukucula, ukukhalisa umlozi kwithala leencwadi ngendlela ephazamisa abanye abantu abakhoyo kwisakhiwo sethala leencwadi;
- (b) othintela, ophazamisa okanye ngenye indlela engenye ophazamisa nabani na ongomnye ophazamisa ngokuvakalayo ukusetyenziswa kwethala leencwadi;
- (c) wala ukuhambisa nasiphi na isixhobo sethala leencwadi kunoncwadi ngexesha elifanelekileyo emva kokuba eceliwe ngomlomo okanye ngomnxeba ukuba asibuyise;
- (d) uvumela umntwana ophantsi kweliso lakhe ukuba enze

- uphazamiso kwithala leencwadi;
- (e) (i) oziphatha ngendlela engamkelekanga okanye engalawulekiyo:
- (ii) usebenzisa ngokungafanelekanga, ngokuxhaphazayo intetho eyonyelisayo; okanye
- (iii) obheja okanye ukungcakaza kuyo nayiphi na indawo eyinxalenye yethala leencwadi;
- (f) ongqengqa, alale okanye atye kwithala leencwadi;
- (g) onokwenza okanye avumele nasiphi na isilwanyana esiphantsi kweliso lakhe ukuba singene okanye sihlale sihleli apho kwithala leencwadi;
- (h) ngelixa akwithala leencwadi owala ukuhambelana naso nasiphi na isicelo esisemthethweni sikanoncwadi;
- (i) ozisa nasiphi na isithuthi, into yokuphatha okanye isingxobo kwithala leencwadi ngaphandle kwemvume kanoncwadi;
- (j) osasaza okanye wenza idiphozithi kwithala leencwadi ngokusasaza, izixhobo zentengiso, upapasho okanye nangayo nayiphi na enye indlela eyenye ngaphandle kwemvume kanoncwadi;
- (k) owonakalisa okanye wonakalisa inkangeleko yayo nayiphi na inxalenye yethala leencwadi okanye nayiphi into efakelweyo, ifenitshala, isixhobo okanye izinto ekubhekiswa kuzo;
- (l) onika igama okanye idilesi engeyonyani ngenjongo yokungena nakweyiphi na inxalenye yethala leencwadi okanye ukufumana kuyo nayiphi na inkonzo enikezelwa lithala leencwadi;
- (m) ongena okanye uhlala ehleli kuyo nayiphi na inxalenye yethala leencwadi ukuba-
- (i) umdaka umzimba okanye iimpahla;
- (ii) unesifo esosulelayo esiqaphelekayo ngokwemiqathango yawo nawuphi na umthetho;
- (n) ongena okanye uhlala ehleli kuyo nayiphi inxalenye yethala leencwadi ngexesha elo thala leencwadi okanye loo nxalenye kubhekiswa kuyo ekungavumelekanga ukuba ingasetyenziswa luluntu;

- (o) ongena okanye ushiya ithala leencwadi ngomnyango wokuphuma okanye indawo yokuphuma engavulwanga ngokusesikweni ukuba ingasetyenziswa luluntu;
- (p) ongena okanye uhlala ehleli kuyo nayiphi na inxalenye yethala leencwadi ebekelwe bucala ukuba isetyenziswe ngabasebenzi bethala leencwadi;
- (q) othintela okanye uvala indawo yokungena neyokuphuma kwithala leencwadi;
- (r) osusa kwithala leencwadi okanye oya kufunyanwa enesixhobo sethala leencwadi ukubolekwa kwaso okungabhaliswanga ngunoncwadi ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala; okanye
- (s) ogcina izixhobo zethala leencwadi kangangesithuba sexesha eliziyure ezingama-24 emva kokuhanjiswa kwidilesi yakhe ileta evela kunoncwadi eyalela ukubuyiswa kweso sixhobo.

IZOHLWAYO

- 2 2. (1) Nabani na onganyanisekanga ekusebenziseni ithala leencwadi ngenjongo ecetyiweyo okanye ofunyanwa enetyala lokungaziphathi kakuhle kwithala leencwadi unokukhutshwa kwithala leencwadi ngunoncwadi okanye ngumntu obizwe ngunoncwadi ukuba ajongane nalo meko.
- (2) nabani na othintela nawaphi na amagatya ale Mithetho kaMasipala kufuneka afunyanwe enetyala kwaye, kufuneka agwetywe, abe kwimfanelo yesohlwayo kunye nokusiwa entolongweni ixesha lesithuba esingadlulanga kwiinyanga ezintathu okanye agwetywe zombini, isohlwayo okanye ukusiwa entolongweni.

Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

23. Amagatya ayo nayiphi na iMithetho kaMasipala enxulumene nethala leencwadi kunye neenkondo zolwazi nephunyezwe nguMasipala iyabhangiswa apho inxiulumana nemicimbi ekule Mithetho kaMasipala.

Isihloko esincinane

24. Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yethala leencwadi kunye neNkonzo zoLwazi

No. 9

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEENDAWO
ZEEKHARAVANI**

UYILO LOKU-1

IMITHETHO YAKWAMASIPALA YEENDAWO ZEEKHARAVANI

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 likaRhulumente waseKhaya; UMthetho ka-2000 weeNkqubo zakwaMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2000), ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Africa ka-1996 (uMthetho nomb.108 ka-1996), wazisa ngeeNdawo zeeKharavani kuMasipala waseMbizana, owamkelwe liBhunga likaMasipala.

Ukuchaza ngokusekwa kweendawo zeeKharavani nguMasipala waseMbizana; kunye neminye imiba enxulumene noko.

Iinkcazelo

1. Kulo Mthetho wakwaMasipala, ngaphandle kokuba umxolo uthetha enye into-

“ikharaveni” ithetha nasiphi na isithuthi esilungele ukuba umntu angasisebenzisela ukuhlala nokulala, nokuba siyinqwelo erhuqwayo okanye asiyiyo kuquka nesithuthi sokuyirhuqa;

“iNdawo yeekharavani” ithetha i-Ndawo yeekharavani esekwe okanye ethathwa njengesekwe phantsi kwecandelo lesi-2;

“umgcini-ndawo” uthetha igosa elichongwe nguMasipala ngokwemiqathango yecandelo lesithathu njengomgcini wendawo yokupakisha iikharaveni;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“umhlaba kaMasipala” uthetha umhlaba okwingingqi yolawulo lukaMasipala nalapho umnini/umnikazi womhlaba inguMasipala okanye apho ulawulo lomnini/umnikazi lunikezelwe kuMasipala; kwaye

“isiza” sithetha umhlaba obekwe ecaleni kwi-Ndawo yeekharavani kulungiselelwa-

- (i) ukupakishwa kwekharaveni; okanye
- (ii) ukugxunyekwa kwentente kunye nokupakishwa kwesithuthi kunye nabantu baso

Ukusekwa kweendawo zeekharavani

- 2. (1) UMasipala unokuseka agcine, kwaye alawule ii-Ndawo zeekharavani kwindawo kaMasipala.
- (2) Nayiphi na i-ndawo yeekharavani ekumhlaba kaMasipala nelawulwa nguMasipala xa uqalile ukusebenza umthetho kaMasipala ngazo zonke iinjongo kuya kuthathwa njengosekwe ngokuhambelana necandelo loku-1.
- (3) UMasipala uya kwahlula iNdawo yeekharavani ibe ziziza kwaye abonelele ngeendawo zokuhlamba kunye nezinye izixhobo ezinokuba yimfuneko kubakhenkethi.

Ukuqeshwa komgcini-ndawo kunye namanye amagosa angamanye

- 3. (1) UMasipala uya kuqesha umgcini-ndawo namanye amagosa angamanye anokuba yimfuneko kulawulo lweNdawo yeekharavani nganye.
- (2) Umgcini-ndawo oqeshelwe ukugcina i-Ndawo yeekharavani ngokwemiqathango yecandelwana loku-1 uya kuba noxanduva lokwenza ezi zinto zilandelayo-
 - (a) ukuqokelela imali yentlawulo yokusetyenziswa kweeNdawo yeekharavani kunye nezixhobo zazo njengoko kumiselwe nguMasipala;
 - (b) ukugcina iindawo zokuhlamba nezinye izixhobo ze-Ndawo yeekharavani;
 - (c) ukubekela abakhenkethi apho bafuna ukubekelwa indawo kwangethuba;
 - (d) ukwabela abakhenkethi iziza;

- (e) aqwalasele nawuphi na umcimbi wemihla ngemihla wokulawulwa kwe-Ndawo yeekharavani.

Iintlawulo

4. (1) UMasipala kufuneka anisele intlawulo yokusetyenziswa kweeNdawo yeekharavani

(2) Ezo ntlawulo zihlawulwa kumgcini-ndawo kwangethuba kwaye, kufuneka ekhuphe irisithi.

Imvume okuhlala isithuba sexesha leentsuku ezingaphezulu kwezingama-30

5. Nabani na onqwenela ukuhlala kwi-Ndawo yeekharavani kangangesithuba sexesha leentsuku ezingama-30 kufueka afake isicelo ngenbalelwano kuMasipala acele imvume yokwenza oko.

Imithetho yokwakhela umkhanyo abasebenzisi beekharavani

- 6 (1) Akukho mntu uya-

- (a) kupakisha okanye agxumeke intente kwi-Ndawo yeekharavani ngaphandle kokuba ukwenza oko kwisiza asinikwe ngumgcini-ndawo ukuba asisebenzise;
- (b) konakalisa okanye akhwele ngaphezulu okanye kuwo nawuphi na umbiyelo wamacingo okanye komnye umbiyelo ongomnye ongaphakathi okanye ophakathi kwi-Ndawo yeekharavani;
- (c) kulumeka umlilo kwi-Ndawo yeekharavani ngaphandle kokuba oko ukwenza kwindawo elungiselelwe oko.
- (d) kudala naluphi na uphazamiseko, inkathazo, isenzo okanye isithintelo esihlaselayo kuye nabani na ohlala kwi-Ndawo yeekharavani;

- (e) kugcina kwi-Ndawo yeekharavani nasiphi na isilwanyana sasekhaya okanye esinye isilwanyana esisesinye ngaphandle kwenja egcinwe kwindlu yayo ngamaxesha onke;
- (f) kuhlamba okanye axhome naziphi na iimpahla kwenye indawo engeyiyo le yenzelwe oko apho kwi-Ndawo yeekharavani;
- (g) kulahla inkunkuma kwenye indawo apho kwi-Ndawo yeekharavani engalungiselelwanga ukuba kwenziwe oko kuyo;
- (h) konakalisa, atshabalalise, onakalise inkangeleko yayo nayiphi na into eyindalo okanye asuse izinto ezisezi kwi-Ndawo yeekharavani ezinje ngeentyatyambo, izilwe zonke zelizwe elithile (fauna), indlu yentaka, into okanye ezembali okanye ezakudala okanye ezenza umdla kwisayensi okanye nayiphi na ipropathi elapho eyiyekaMasipala.

(2) Nabani na oye wachasana okanye wasilela ukuhambelana namagatya ecandelwana loku-1-

- (a) angayalelwa ngumgcini-ndawo ukuba ahambe kwangoko kwi-Ndawo yeekharavani;
- (b) angathintelwa nguMasipala ukuba angene kwaye asebenzise izinto ezikwi-Ndawo yeekharavani kangangesithuba sexesha elimiselweyo okanye kwimeko engqongqo okanye uphazamiso oluqhubekayo, ngokusisigxina.

Amatyala nezohlwayo

7. (1) Nabani na:

- (a) ophazamisana okanye osilele kuzo:
 - (i) nawaphi na amagatyaale Mithetho kaMasipala okanye;

(ii) nayiphi na imeko ebekwe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala;

(b) ophazamisana nalo naliphi na igosa ekwenzeni nawuphi na umsebenzi walo ngokwemiqathango yawo nawaphi na amagatya ale Mithetho kaMasipala; okanye

(c) oqhagamshelana nalo naliphi na igatya lale Mithetho kaMasipala wanikezela ngeenkcukacha ezingeyonyani ngokolwazi lwakhe okanye nantoni na ekhohlisayo,

ufunyanwa enetyala kwaye kuyimfanelo ukuba isigwebo sibe sisohlwayo okanye ukuba uyahluleka ukuhlawula uya kuya entolongweni

Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

8. UMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 loMthethoka-2000 weNkqubo kaMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2000) urhoxisa kwaye ubhangisa yonke iMithetho kaMasipala enxulumene neekharaveni kwingingqi yelawulo likaMasipala waseMbizana.

Isihloko esifutshane nokusungulwa kwayo

10. (1) Le Mithetho ibizwa ngokuba yiMithetho yeeNdawo zeekharavani kaMasipala, iya kusungulwa ngomhla okanye ngemihla emiselwe liBhunga likaMasipala ngokupapashwa kwi*Gazethi yePhondo*.

(2) UMasipala angabeka imihla eyahlukileyo yokusungulwa kwingingqi ezahlukeneyo.

No. 10

UMASIPALA WASEMBIZANA

**UMTHETHO KAMASIPALA WOKUHAMBA
KWEZITHUTHI ENDLELENI**

UYILO LOKU-1

IMITHETHO KAMASIPALA YOKUHAMBA KWEZITHUTHI ENDLELENI

UMphathi woMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 likaRhulumente waseKhaya; UMthetho ka-2000 weeNkqubo zakwaMasipala (uMthetho nomb.32 ka-2000), ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Africa ka-1996 (uMthetho nomb.108 ka-1996), upapasha iMithetho kaMasipala waseMbizana yokuhamba kweZithuthi eNdleleni, eyamkelwe liBhunga likaMasipala.

IMithetho kaMasipala yokuhamba kwezithuthi endleleni

Isalathiso

ISahluko soku-1

1. Iinkcazelo

ISahluko II

2. Ukusetyenziswa kweMithetho yakwaMasipala
3. Ukuthintela ukumiswa kwezithuthi
4. Ukupakisha
5. Amagatya akhethekileyo anxulumene nokupakisha

IS AHLUKO III

6. Iimitha zokupakisha

ISahluko IV

7. Ukuthintelwa kwezenzo ezikhethekileyo
8. Ukujika ngezithuthi ezidibeneyo
9. Ukulawulwa kwezilwanyana endleleni okanye ezihamba ecaleni kwendlela

10. Isithuthi esirhuqwa sisilwanyana
11. Ukrozo/umgca wokulinda
12. Imithwalo yebhayisikile
13. Uthutho lukawonke-wonke
14. Ukwabiwa nokusetyenziswa kweendawo zokupakisha iitekisi eziluhlobo lweminibhasi
15. Ukuhanjiswa kwezinto eziyingozi okanye ezimbi okanye imizimba yabantu ababhubhileyo
16. Ubulalo lweentsholongwane emva kokuhanjiswa kweemeko ezinezifo ezosulelayo
17. Ukuthintela ukungaboni ngasonye/umlo
18. Unikezelo lweteksi olungagunyaziswanga okanye ukulahlwa kweeteksi
19. Isimo nesinxibo sonoteksi
20. Ipropathi eshiywe eteksini
21. Iindlela zebhasi kawonke-wonke
22. Izitophu zebhasi
23. Abakhweli abaza kukhwela kwizitophu ezivunyiweyo kuphela
24. Isitophu sikawonke-wonke esicelwayo
25. Ibhasi kawonke-wonke engamelanga kuhamba ingenamntu

ISahluko V

26. Izohlwayo
27. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala
28. Isihloko esifutshane nokusungulwa kwayo

ISAHLUKO I

Iinkcazelo

1. Kule Mithetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo ngomnye, amagama asetyenziswe apha aya kunikwa intsingiselo eyodwa, yaye-

“Igosa eligunyazisiweyo”

lithetha igosa elichongwe lagunyaziswa nguMasipala ukuba lenze nayiphi na imisebenzi kwaye lenze yonke imisebenzi echazwe kule Mithetho kaMasipala ;

“ibhasi” ithetha isithuthi esiyilelwe okanye esilungiswe ngokusemthethweni yinkampani eyenza izithuthi ngokuhambelana noMthetho;

“ibhayisikile”

ithetha ibhayisekile okanye itrayisekile eyilelwe ukuqhutywa ngumntu kuphela;

“iminibhasi” ithetha isithuthi esilungiswe ngokusemthethweni yinkampani yokwenza izithuthi ebhalisiweyo ngokuhambelana noMthetho wokusebenza kwezithuthi zikawonke-wonke ezingenaludwe lwenkqubo yokusebenza kwindlela ethile okanye kwiindlela okanye apho kufanelekileyo ukuba sisebenze khona kummandla othile kaMasipala, singayimoto, iminibhasi okanye imidibhasi;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana elisekwe ngokwemiqathango yecandelo le-12 loRhulumente waseKhaya: uMthetho ka-1998 wamaCandelo kaMasipala, (uMthetho nomb. 117 ka-1998) njengoko ulungisiwe;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“isithuthi sikawonke-wonke” sithetha isithuthi sikawonke-wonke njengoko sichaziwe;

“ibhodi yokusikeketha” sithetha isixhobo esiquka ikakhulu into emtyaba eyakhiwe ngaphezulu kwamavili neyenziwe ngenlela yokusetyenziswa ngumntu omnye, emile okanye echophile kwaye, iqhutywa ngumntu ngamandla omntu okanye ngokutsalelwa maxa wambi ngazo zombini;

“isitalato” sithetha nasiphi na isitalato, indlela okanye indlela ecanda phakathi kwezindlu ngokwemephu kaMasipala okanye kwindawo apho uluntu ngokommiselo okanye ngenye indlela eyenye banelungelo lokusisebenzisa.

“uMthetho” uthetha uMthetho ka-1996 wokuHamba kweziThuthi endleleni. (uMthetho nomb. 93 ka-1996);

“isithuthi sokudlala” sithetha isixhobo esiyilwe, senziwa okanye senziwa ngenjongo yokuba abantu badlale ngaso okanye bazonwabise ngaso kodwa, sibe singesiso isithuthi esiyilelwe ukuhambisa abantu, iimpahla okanye zombini abantu nempahla;

“itrayisekile” ithetha inqwelo enamavili amathathu eyilelwe okanye elungiselelwe kuphela ukuba mayihambise iimpahla kwaye iqhutywe ngamandla omntu omnye;

“isithuthi” sithetha isixhobo esiyilelwe okanye esilungiselelwe ukuhambisa ezinye izithuthi okanye ukuhambisa abakhweli, izilwanyana, iimpahla okanye ukuhambisa ngaxeshanye ngaphezulu kwesinye kula maqela kwaye sihambe ikakhulu ngamavili okanye sihambe ngendlela engumzila ngaphandle:

- (a) kwesithuthuthu, apho kungekho moto incinci inokuncanyatheliswa;
- (b) ibhayisekile;
- (c) isithuthi esiyithoyi;
- (d) irolaskeythi;
- (e) ibhodi yokusikeytha; kunye
- (f) isixhobo esihamba kumzila kuphela;

ISIAHLUKO II

Ukusetyenziswa kweMithetho kaMasipala

2. (1) Le Mithetho kaMasipala isetyenziswa kwingingqi yolawulo loMasipala waseMbizana ukusukela ngomhla yokwaziswa kwayo.

(2) Le Mithetho kaMasipala ayisebenzi kukho imithetho yePhondo okanye kaZwelonke ekhoyo kuMasipala ebhekisele kuloo mcimbi

Ukuthintela ukumiswa kwezithuthi

3. Akukho mntu kufuneka amise nasiphi na isithuthi kuso nasiphi na isitalato umgama ongangemitha ezi-3 ukusuka kwimpompo yamafutha (fuel) okanye kwilitye lomqokumbelo wendlela, ngaphandle kokuba umise ngenjongo yokwetha amafutha, oiyile, amanzi okanye umoya okanye ngokuhambelana nemigaqo ayinikwe ligosa eligunyazisiweyo.

Ukupakisha

4. (1) Akukho mntu uya kuma, alinde okanye apakishe isithuthi kwindlela kawonke-wonke-

- (a) xa esondele esiphambukeni nakwimizila enqumlayo;

- (b) okanye kwakamsinya kwindawo ekuwela kuyo abahambi ngeenyawo, imibhobho yamanzi esetyenziswa xa kucinywa umlilo xa kusitsha knuye nakwimizila yezithuthi zikawonke-wonke okanye indawo yazo yokuma,
- (c) ngaphambili kwendlela yemoto esuka esitratweni eya endlwini okanye indlela emxinwa ephakathi kwezakhiwo;
- (d) apho kukho imigca ephindwe kabini esisisithintelo esisembindini wendlela yezithuthi;
- (e) kwiindawo apho sinokuphazamisana nokuhamba kwezithuthi zethuba likaxakeka umzekelo, ezasesibhedlele, iiambulensi kunye nezezikhululo zemililo;
- (f) ematoneleni, ezibhlorhweni nakwizitrato ezimxinwa;
- (g) kumda okanye ngaphezulu komda othe nkqo welitye lomqokumbelo wendlela;
- (h) kumda okanye ngaphezulu komda ngenxa yeli candelo okwaquka neendawo ezaziwa njengamagxalaba, anelitye lomqokumbelo wendlela othambekileyo okanye ongenalo ilitye lomqokumbelo ngaphandle kwaphakathi kweemigca yeempawu ezingaphezulu ezibonisa iengile yokupakisha kwezithuthi, kunye nangendlela inxalenye yesithuthi ekufutshane nomda weprophati, iyamene nesitalato okanye nendawo engenandlela igangathiweyo yokuhamba abahambi ngenyawo engaphantsi kwe-1m okanye ngaphezulu kwe-2m ukusuka kuloo mda weprophati ekoyameni isitalato.
- (i) umphambili weso sithuthi sijonge ngakwicala elihamba izithuthi;
- (j) ngayo nayiphi na indlela kukunxusana nelitye lomqokumbelo wendlela okanye ulawulo lwendlela: Ukuba ngokwamagatya omhlathi (b) apho icala levili, umda okanye igxalaba iphawulwe okanye ibanzi ngokwaneleyo ukuba kungapakishwa ngokuxwesileyo ze kungabikho nixalenye yeso sithuthi ingaphumela ngaphandle kwendlela engenalo uphawu lokupakisha, ngale ndlela isithuthi sinokupakishwa.
- (k) Ukuhlanjwa, ukuthengiswa, okanye ukulungiswa kweso sithuthi okanye ngeenjongo zentengiso; okanye
- (l) Ecaleni kwaso nasiphi na isithuthi esipakishwe sanxusa umqokumbelo wendlela ekwindawo eyenzelwe ukupakisha izithuthi.

- (2) Akukho mntu kufuneka apakishe isithuthi esinobunzima obuyi-3 500kg okanye nangaphezulu kudlulise kwisithuba sexesha elingangeyure nanini na emva kokutshona kwelanga naphambi kokuphuma kwalo kwindlela kawonke-wonke.

AmaGatya aKhethekileyo aBhekisele kuPakisho lwezithuthi

5. (1) Nangona kungasiwa so nakuphi ukuchasa nawuphi na umthetho ugunyaziwe wasekhaya unokukhulula:-

(a) kwiimeko apho kwaye, kuxhomekeke nakwimiqathango anokubona iyimfuneko:

- (i) ugqirha; okanye
- (ii) umongikazi obhalisiweyyo okanye ongumbelekisi njengoko kuchaziwe kwicandelo loku-1 loMthetho ka-1978 waboNgikazi (uMthetho nomb.50 ka-1978); okanye

(b) kwiimeko ezimiselweyo kwaye, nangokubhekisele kwimiqathango emiselweyo nabani na-

- (i) okhubazekileyo ngokokubona kwalo gunyaziwe wasekhaya; okanye
- (ii) uhambisa okanye uncedisa umntu okhankanywe kumhlathana (i) wegatya lawo nawuphi na umthetho obhekisele kupakisho lwemoto kwindawo yakhe yolawulo.

(2) UMasipala kufuneka abonelele ngendawo eyodwa yokupakisha izithuthi eziqhutywa ngabantu ekubhekiswa kuye kwicandelwana (1) (b) kwaye, loo ndawo yokupakisha iya kubonakaliswa ngophawu lokuhamba kwezithuthi ezindleleni.

(3) UMasipala kufuneka alawule ukusetyenziswa kweendawo zokupakisha ekubhekiswa kubo kwicandelwana (2) ngendlela efanelekileyo.

ISAHLUKO III

Izixhobo ezikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuzo (iimitha zokupaka)

6. (1) Ngokwesi sahluko:

“**indawo eyahlulelwe ukupakisha** ” ithetha indawo eyahlulelwe ukupakisha edityaniswe kwindawo esifakwe kuyo isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso, njengoko kukhankanyiwe kwicandelo le-106 loMthetho wokuHamba kweziThuthi eNdloleni;

“isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso” sithetha nasiphi isixhobo esishicilela nesichaza ngokubonakalayo iirekhodi zexesha lesithuba sexesha lokupakisha nesenziwa ukuba sisebenze ngokuzenzekelayo okanye esenziwa ngesandla ngokwemiyalelo eboniswa kwisixhobo nequka nayiphi ipali, isimakade esimiselweyo apho eso sixhobo sincanyathiselwe kuso okanye isixhobo esiphathwayo;

“isithuba sexesha lokupakisha”

sithetha isithuba sexesha lokupakisha elivunyiweyo kwindawo eyahlulelwe ukupakisha ngokufaka imali ezinkozo esebenzayo kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso.

(2) Isithuba sexesha ekunokupakisha ngalo nasiphi isithuthi kwindawo eyahlulelwe ukupakisha iya kuboniswa ngokucacileyo ngawo onke amaxesha kwisixhobo sokulinganisa.

(9) (a) Akukho mntu kufuneka apakishe okanye abangele ukuba kupakishwe nasiphi isithuthi kwindawo eyahlulelwe ukupakisha ngaphandle kwangoko emva kokufika imali ezinkozo njengoko kumiselwe kweso isixhobo sokulinganisa.

(b) Isinyanzelo sokubeka imali ezinkozo kwisixhobo sokulinganisa sisetyenziswa kuphela ngezo yure njengoko zimiselwe nguMasipala kodwa, sibe singasebenzi kwiiyure eziphakathi kweye-14h00 ngeMigqibelo ukuya kwiyure ye-08h00 kuMvulo olandelayo okanye ngeeholide zikawonke-wonkenjengoko kucacisiwe licandelo loku-1 loMthetho ka-1952 weeHolide likaWonke-wonke (uMthetho nomb.5 ka-1952).

(c) Akukho sithuthuthu kufuneka sipakishwe kwindawo eyahlulelwe ukupakisha ngaphandle kwakwindawo yokupakisha izithuthuthu eboniswa luphawu lokuhamba kwezithuthu endleleni.

(b) Apho ukupakisha kungavumelekanga kwindawo eyahlulelwe ukupakisha njengoko kucacisiwe kumhlathi (a), ukuba ukupakisha kuvunyelwa kuphela ngexesha elithile leeyure ezibalulweyo okanye apho imali yokupakisha ihlawulwa kuphela ngexesha leeyure ezithile ezibalulweyo, isaziso esifundeka ngokucacileyo kule ndawo kufuneka sincanyatheliswe kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso.

(4) Akukho mntu kufuneka apakishe nasiphi isithuthi okanye abangele ukuba kupakishwe nasiphi isithuthi kwindawo eyahlulelwe ukupakisha ngaphandle kokuba imali ezinkozo ifakiwe kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso ngokuhambelana namagatya ale Mithetho kaMasipala kodwa-

- a) loo mntu unokusipakisha isithuthi kwindawo eyahlulelwe ukupakisha kangangesithuba esingadlulanga kweso sibonise kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo

kuso, ngaphandle kokufaka imali ezinkozo kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso;

- (b) ngokubhekisele kuwo nawaphi amagatya achasana nale Mithetho kaMasipala okanye nawuphi omnye umthetho ongomnye, loo mntu unokusipakisha isithuthi kwindawo eyahlulelwe ukupakisha apho singasebenziyo isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso, ngaphandle kokufaka imali ezinkozo kuso.

(5) Isaziso esifundeka ngokucacileyo esincanyatheliswe kwindawo nganye yokupakisha kufuneka sibonise –

- (a) isixa semali esihlawulwayo ngesithuba sexesha elibalulweyo; kwaye
- b) kunye neentlobo-ntlobo zemali ezinkozo enokufakwa kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso.

(6) Akukho mntu kufuneka-

- (a) angenise okanye azame okanye abangele ukufakwa kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso nayiphi na into yelinye ilizwe okanye imali ezinkozo engeyiyo eyalapha eMzantsi Afrika kwiintlobo-ntlobo ezibonisiweyo kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso;
- (b) (i) onakalise okanye onakalise inkangeleko, abhale okanye azobe kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso,
- (ii) ancamathelise nasiphi isaziso esinikezelwa ngesandla, isibhengezo esibhaliweyo okanye olunye uxwebhu kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso ngaphandle kwemvume kaMasipala;
- (c) abangele ukuba isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso ngayo nayiphi indlela sishicilele ixesha lokupakisha elihambileyo ngaphaya kokubeka isixhobo sokulinganisa ukuba sisebenze ngendlela emiselweyo; okanye
- (d) axhuzule, abethe, ashukumise okanye nangayiphi indlela abucabhucane nesixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso; yaye ngeenjongo zeli candelo siphela sibonakala kancinci.

(7) Isithuthi ngasinye esipakishwe kwindawo eyahlulelwe ukupakisha kufuneka

sipakishwe ngendlela apho kungekho nxalenye yeso sithuthi iya kuthi phuhlu kwiimpawu zokupakisha kodwa, kwindawo apho nasiphi isithuthi sipakishwe kwindawo yokupakisha esiyithabathileyo ngesizathu sobude baso, obayamane kakhulu nendawo yokupakisha. Umntu opakishe isithuthi sele sixeliwe kufuneka afake imali ezinkozo emiselweyo kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuzo zombini iindawo ezahlulelwe ukupakisha.

(8) Ixesha lokupakisha elihambileyo njengoko ibonisiwe sisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo ithathwa njengechanekileyo ngaphandle kokuba kungqinwe ukuchasana.

(9) UMasipala unokwabela yaye, ahlule iindawo zokupakisha ezincinci zokupakisha izithuthi ezihamba ngamavili amabini yaye, amagatya esi sahluko anotshintsho olufanelekileyo alinakusetyenziswa kwezo ndawo zokupakisha.

ISAHLUKO IV

UkuThintelwa kweZenzo eziThile

7. Akukho mntu kufuneka aqhube okanye akhwele irolaskeythi, ibhodi yokutyibiliza okanye nasiphi isithuthi sokudlala kuso nasiphi isitalato ngaphandle kwemvume ebhalwe nguMasipala nangeemeko njengoko kunokumiselwa nguMasipala.

Ukujika ngeziThuthi ezidibeneyo

8. (1) Akukho mntu kufuneka ajike nasiphi isithuthi esitsala itreyilana, itreyila okanye izithuthi ezidibeneyo kuyo nayiphi indawo apho indlela inqamlezayo ngenjongo yokuqhubela kwelinye icala.

Ukulawulwa kwezilwanyana endleleni okanye ezihamba ecaleni kwesitalato

9. (1) Akukho mntu kufuneka aqhube okanye abangele ukuba nasiphi isilwanyana siqhutyelwe esitalatweni ngaphandle kokuba sirhuqa ikari okanye isithuthi: Ngaphandle kokuba uMasipala unokunikezela imvume yokuqhuba izilwanyana kwizitalato ezithile ngokwezo meko njengoko kunokubonakala kufanelekile.

(2) Akukho mntu uya kuthi endleleni okanye ecaleni kwesitalato:

(a) aqeqeshe okanye aqhelise isilwanyana;

(b) avumele isilwanyana esisesakhe okanye esiphantsi kolawulo lwakhe ukuba siyekwe nje okanye sihambe unothanda singajongwangwa mntu;

- (c) ashiye isilwanyana esenzakeleyo, esibuthathaka, esigulayo okanye esifayo, ngaphandle kokuba uyokufuna uncedo lokusisusa eso silwanyana; okanye
- (d) enze ingxolo, iimpawu, okanye nayiphi na into engenye ukoyikisa okanye ukuphazammisa isilwanyana.
- (3) Ngokubhekisele kumagatya eandelwana (4), akukho mntu kufuneka ashiye okanye avume ukuba nasiphi isilwanyana esiyinkomo, ihashe, iesile, imeyile, igusha ibhokhwe ihagu, okanyen inciniba ukuba sibe kulo naliphi icandelo lesitalato apho icandelo libiyelweyo okanye livalwe nangeyiphi indlela kuwo omabini amacala kwaye, akukho mntu uya kushiya eso silwanyana kwindawo apho sinokulahleka kwelo candela lesitalato.
- (4) Amagatya eandelwana (3) awayikusebenza kuso nasiphi isilwanyana, esi-
- (a) khwelwe okanye esiza kusetyenziselwa ukurhuqa isithuthi esitalatweni; okanye
- (b) esiqhutyelwa kwenye indawo ngendlela engasi engozini okanye ekulimaleni kuye nabani na okanye kuso nasiphi isithuthi esisebenzisa loo ndlela.
- (5) Kulo naluphi utshuntsho ngenxa yokutyeshela icandelwana (3), kuyacingeleka ukuba de kube kwamkelwe ukuphikisana kokuba nasiphi isilwanyana ekubhekiswa kuso kwicandelwana (3) sashiywa okanye savunyelwa ukuba sibe kwicandelo lesitalato kwindawo efunwa ngumniniso kwaye, icandelo lesitalato lithathwa njengelibiyiweyo okanye esivaliweyo kuwo omabini amacala, nangona kukho indawo yokuphuma evulekileyo ukuya kweso sitalato ecingweni okanye kulo ndawo ivaliweyo.
- (6) Akukho mntu kufuneka aqhube nasiphi isithuthi ekubhekiswa kuso kwicandelwana (1) esitalatweni ngexesha apho nasiphi isithuba sexesha-
- (a) lokutshona kwelanga ukuya ukuphuma kwelanga, ngaphandle kokuba umntu uphethe ilaphu elibomvu elibonakalayo kwimozulu ebgacacanga umgama ubuncinci ozimitha ezingama-150 okanye kwimeko yomhlambi weegusha okanye wezilwanyana ezingaphezulu kwezili-10, umntu olondoloze ezo zilwanyana kwaye, ephethe ilaphu elibomvu elandela eso silwanyana, njengoko kutshiwo; okanye
- (b) ngaphandle kokuba umntu ophethe ngokugqamileyo ilaphu elibomvu uelibukhulu bungekho ngaphantsi kweemilimitha ezingama-300 icala ngalinye, ulondoloze esi silwanyana okanye kwimeko yomhlambi ongaphezulu kwe-10 yezilwanyana, umntu olondoloze ezi zilwanyana kwaye uphethe ilaphu njengoko kuchaziwe ulandela emva kwezi lwanyana ezo.

(7) Igosa lendlela linokusithathela amanyathelo nasiphi isilwanyana ekubhekiswa kuso kwicandelwana (1) esikwindlela kawonke-wonke okanye athathe loo manyathelo ngokubhekisele kwisilwanyana njengoko kunokumiselwa njalo.

(8) Ngenjongo zeli candelo, igama elithi "isilwanyana" aliqukiinja okanye ikati.

Isithuthi esirhuqwa sisilwanyana

10. (1) Akukho mntu kufuneka asebenzise isithuthi esirhuqwa sisilwanyana esitalatweni, ngaphandle kokuba igama nedilesi yomnini ekubhekiswa kuye lincanyathiselwe libhalwe ngepeyinti ngendlela nakwindawo ebonakalayo kwicala lasekhohlo leso sithuthi kwaye sibhalwe ngonobumba abangaphantsi kwemilimitha ezingama-25 ubukhulu kodwa, akukho nto ithetha ngesithuthi esisetyenziselwa kuphela ukuhanjiswa kwabantu ngapha koko esiqeshisayo okanye umvuzo.

(2) Akukho mntu kufuneka asebenzise isithuthi esirhuqwa sisilwanyana esitalatweni ngaphandle kokuba isithuthi kunye nezixhobo zokubophelela isilwanyana enqwelweni kunye nezinye izixhobo ekubhekiswa kuzo zikwimeko efanelekileyo kunye nekhuselekileyo.

(3) Umnini wesithuthi esirhuqwa sisilwanyana kufuneka angabangeli okanye avume ukuba eso sithuthi sisetyenziswe esitalatweni nguye nabani na ongakulungelanga ukwenza oko nangasiphi na isizathu sobudala okanye esinye ukuba aqhube okanye alawule eso sithuthi.

(4) Umqhubi wesithuthi esirhuqwa sisilwanyana esitalatweni kufuneka iingqondo yakhe ayimilisele kule nto ayenzayo ngawo onke amaxesha eqhuba okanye elawula isithuthi esiphantsi kolawulo lakhe kwaye, ukuba isithuthi sime endleleni kufuneka umqhubi angayeki okanye agcine ulawulo lwesilwanyana ngasinye esisabotshelelwe kwisithuthi, ngaphandle kokuba eso silwanyana okanye eso silwanyana ngasinye sibotshelelwe ukuba singasuki kuloo ndawo sishiywe kuyo.

(5) Akukho mntu kufuneka asebenzise esitalatweni isithuthi esirhuqwa liqela lezilwanyana ezingatsalwa ngumkhala ngaphandle, kokuba kukho umntu okhokele elo qela lezilwanyana kunye nolawula elo qela.

(6) Umqhubi okanye omnye umntu oqhuba isithuthi esitsalwa lelo qela lezilwanyana akufuneki ukuba avumele eso sithuthi ukuba esitalatweni okanye kummandla wedolophu silandele nasiphi isithuthi esifanayo neso sirhuqwayo kumgama obalelwa kongaphantsi kozimitha ezingama-150 ukusuka ngaphambili kweso silwanyana seso sithuthi sikhankanywe ekuqaleni ngaphandle kokuba, oko kwenziwa ngenjongo yokudlula eso sithuthi singaphambili sihamba ngesantya esicothayo okanye xa sihamba ngesantya esikhulu, ngokudlula eso sithuthi usishiya le kude.

Imigca yokulinda

11. (1) Abantu abalinde esitalatweni ngenjongo yokufumana ulwamkelo kuyo nayiphi indawo kawonke-wonke baya kwenza umgca ongekho ngaphezulu kwabantu ababini abameleneyo okanye ngendlela efunwa ligosa eligunyazisiweyo.
- (2) Abantu abafike kuqala kufuneka benemfanelo yokukhokela umgca wokulinda.
- (3) Igosa eligunyazisiweyo linokususa nabani na emgce ni ukuba loo mntu :-
 - (a) uyala ukuthobela nawuphi na umyalelo osemthethweni; okanye
 - (b) uziphethe ngendlela exakileyo okanye ngendlela engafanelekanga.

Imithwalo kwibhayisikile

12. Akukho mntu kufuneka ebangele okanye avumele ukusetyenziswe:-
 - (a) nayiphi ibhayisikile kuquka netrayisekile, ukuba siphathe imithwalo edlulileyo kubunzima obuyi-50 yeekhilogram; okanye
 - (b) nayiphi itrayisekile ukuba ithwale imithwalo edlulileyo kubunzima obuli-110 yeekhilogram.

Uthutho lukawonke-wonke

13. (1) (a) Akukho mntu unokusebenzisa isithuthi sikawonke-wonke esihamba endleleni ngaphandle kwemvume efanelekileyo okanye ilayisensi yokushishina okanye kwimeko yesehlo esikhethekileyo, imvume yethutyana enikezelwe ngokwemiqathango yecandelo le-20 loMthetho ka-1977 loMthetho wezoThutho ezindleleni (uMthetho nomb. 74 ka-1977) okanye ngokwesigunyaziso esifunyenweyo okanye ngokwemiqathango yawo nawuphi na umthetho wePhondo, weso sehlo sikhethekileyo;
 - (b) Nabani na ngaso nasiphi isithuthi okanye isithuthi esisesinye esihambisa nabaphi na abakhweli okanye iimpahla okanye zombini kulindeleke ukuba siqeshelwe sihambise abo bakhweli okanye iimpahla ngaphandle kokuba unika inkcazo eyanelisayo echasa oko, eso sithuthi okanye isithuthi esisesinye sisetyenziswa njengesithuthi sikawonkewonke ngaphandle kokuba unika inkcazo eyanelisayo echasa oko.
 - (c) Ukuba nabani na unemvume okanye phantsi kolawulo lwakhe usebenzise okanye ubangele okanye uvumele nasiphi isithuthi sikawonke-wonke ukuba

sisetyenziswe ngokuchasana namagatya eli candelo, uya kufunyanwa enetyala lokutyeshela nale Mithetho kaMasipala.

Ukwabiwa kunye nokusetyenziswa kweeNdawo zokuPakisha iiTeksi

14. (1) Ngaphandle kwawo nawuphi amagatya achasana nale Mithetho kaMasipala okanye nawuphi umthetho ongomnye, uMasipala uno-
- (a) kwahlula iindawo zokupakisha iitekisi kwaye, unokuzahlula ngophawu lokuhamba kwezithuthi ezindleleni; kwaye
 - (b) abele umbutho wetekisi ngamnye indawo yokupakisha ekubhekiswa kuyo kumhlathi (a).
- (2) UMasipala unokuyifuna intlawulo zokwabiwa kweendawo zokupakisha ngokwemiqathango yecandelwana (1).
- (3) Umqhubi wetekisi onqwenela ukuyipakisha kuloo ndawo yabelwe ukupakisha iitekisi kufuneka ipakishe ngqo kwindawo yokupakisha emva kwenye itekisi esele ipakishile kuloo ndawo yokupakisha.
- (4) Itekisi kufuneka ipakishwe kwindawo yokupakisha ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (1) ngendlela ekuyiyo kwindawo yokupakisha.

Ukuhanjiswa kwezinto ezinobungozi, eziNgalunganga okanye iziDumbu

15. Akukho mqhubi wayo nayiphi itekisi ekufuneka athi esazi ahambise nayiphi imithwalo okanye izinto okanye izinto ezinobungozi okanye ezingalunganga okanye nangaliphi ixesha avumele isidumbu sakhe nabani na okanye isilwanyana esixheliweyo ukuba sihanjise ngayo.

Ukubulawa kweentshongolwane emva kokuHanjiswa kweeMeko zeSifo eSosulelayo

16. Ukuba nawuphi umqhubi uhambisa ngetekisi nabani na onesifo esosulelayo kufuneka, kwangoko ukwazi kwakhe ngaloo meko yokuhambisa loo mntu abulale iintsholongwane kuloo tekisi ngokwanelisa igosa lezempilo lezonyango.

Ukunqanda ubandakanyo

17. Akukho mqhubi wetekisi okanye nabani na ekufuneka esebenzise ukunyanzelisa okanye izoyikiso, okanye ngendlela efihlakeleyo okanye ngenye indlela eyenye, ukunqanda okanye ukufuna ukunqanda nabani na ekuqesheni nayiphi enye itekisi engenye umqhubi wenye itekisi ekufumaneni okanye ekuhambiseni abakhweli okanye iimpahla.

Ukunikezela okungagunyaziswanga okanye Ukulshiywa kweTeksi ingakhathalelwanga

18. Akukho mqhubi wayo nayiphi iteksi ekufuneka eshiye iteksi ebeyiphathiswe ngethemba okanye avumele nabani na ongomnye ukuba aqhube loo teksi ngaphandle okanye ngemvume yomnini/umnikazi walo teksi.

Ukuziphatha kunye nonkuNxiba kwabaqhubi

19. Bonke abaqhubi beeteksi kufuneka banxibe kakuhle nangokucocekileyo kwaye kufuneka baziphathe kakuhle, ngembeko nangokufanelekileyo kwaye, akukho mqhubi wayo nayiphi iteksi ngexesha loo teksi iphantsi kwengqesho unokutshaya naluphi uhlobo lwecuba okanye enye into engenye ngaphandle kwemvume yomqeshi okanye umkhweli.

Iimpahla ezishiywe eteksini

20. Umqhubi wayo nayiphi iteksi ofumene nayiphi impahla eshiywe eteksini yakhe kufuneka kwiiyure ezili-18 ayise kwindawo yokugcina iimpahla kwisikhululo samapolisa esikufutshane loo mpahla.

Iindlela zebhasi kawonke-wonke

21. (1) Akukho mntu kufuneka aqhube okanye abangele okanye avumele nayiphi ibhasi kawonke-wonke isetyenziselwe ukuhambisa abakhweli, ngaphandle kwakwindlela eyamkelwe nguMasipala okanye igosa lezothutho eligunyazisiweyo.

(2) Ngaphandle kwayo nantoni na echasana nokuqulethwe kule Mithetho kaMasipala, yonke ibhasi esebenza kuloo ndlela kwindawo kaMasipala kufuneka isebenze ngokubhekisele kumagatya ecandelo le-12 (1)(a).

IziTendi zeeBhasi zikaWonke-wonke kunye neziTophu

22. Akukho mntu kufuneka azame ukonyuka okanye ehle kuyo nayiphi ibhasi kawonke-wonke ngaphandle kokuba ukwenza oko esitendini okanye esitophini njengoko kwamkelwe nguMasipala kwaye, akukho mqhubi webhasi kawonke-wonke uya kuvumela ukuma ngenjongo yokukhwelisa okanye yokuvumela nawuphi umkhweli ukuba ehle, ngaphandle kokuba kukweso sitendi okanye isitophu njengokokwamkelwe nguMasipala.

Abakhweli abaceba ukweHla kwiziTendi ezaMkelweyo okenye eziTophini kuphela

23. Umqhubi ngamnye webhasi kawonke-wonke esetyenziswa kuyo nayiphi indlela emva kokuba ibalulwe kuso nasiphi isitendi okanye isitophu nguye nabani ofuna

ukuhamba ngaloo bhasi uya kuma amkhwelise loo mntu xa kungekho sithintelo sokuba angenza nasiphi na isenzo sokumisa loo bhasi kawonke-wonke.

Ibhasi kaWonke-wonke eza kuMisa ngokuCelwa

24. Umqhubi ngamnye webhasi kawonke-wonke ocelwe nguye nawuphi umkhweli ukuba amise ibhasi yakhe uya kukwenza oko kwisitophu esilandelayo avumele loo mkhweli ukuba ehle.

Ibhasi kaWonke-wonke eShiywe esiTophini ingenaMntu

25. Akukho mqhubi kufuneka avumele ukuba ibhasi kawonke-wonke ihlale ingenamntu kuso nasiphi isitendi okanye isitophu okanye kuyo nayiphi indlela.

ISAHLUKO VI

Amatyala kunye nezohlwayo

Umntu-

- (a) osilela okanye owala ukunika igosa ezo nkcukacha njengoko linokuzifuna ngokufanelekileyo xa lisenza imisebenzi yalo okanye amagunya alo phantsi kwale Mithetho kaMasipala okanye onikezele ngeenkcukacha ezingeyonyani okanye ezilahlekisayo esazi ukuba aziyonyani okanye ziyalahlekisa;
- (b) ochasana okanye osilela ukuhambelana negatya lale Mithetho kaMasipala; okanye
- (c) osilela ukuhambelana nemiqathango yesaziso asinikiweyo ngokwemiqathango yecandelo lale Mithetho kaMasipala;

ufunyanwa enetyala kwaye, ekwimfanelo yokugwetywa isohlwayo okanye ukuya entolongweni kangangesithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintandathu okanye zombini isohlwayo nokuya entolongweni.

30. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

- (1) Nayiphi iMithetho kaMasipala esetyenziswayo kumthetho kaMasipala enxulumene nokuqulethwe kule Mithetho kaMasipala iya bhangiswa apho ithi ingqubane namagatya yale Mithetho kaMasipala.
- (2) Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala esele ikho iqala ukusebenza ukusuka ngomhla wokuobhengezwa kwale Mithetho kaMasipala.

31. Isihloko esifutshane kunye nokusungulwa kweMithetho kaMasipala

(1) Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yokuHamba kweziThuthi eziNdleleni kwaye, iya kusebenza ngomhla omiselwe libhunga likaMasipala kwaye ipapashwe kwiGazethi yePhondo.

(2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokusebenza ngokwahlukana kweendawo.

No. 11

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEENDAWO
ZOKUPAKISHA IZITHUTHI**

UYILO 1

IMITHETHO KAMASIPALA YEENDAWO ZOKUPAKISHA IZITHUTHI

IBhunga likaMasipala ngokwemiqathango yecandelo le-13 loRhulumente wamaKhaya loMthetho nomb. ka-2000 weNkqubo kaMasipala njengoko ulungisiwe upapasha le Mithetho kaMasipala elungiselelwe ixesha elizayo neyamkelwe liBhunga.

ICANDELO I**Iinkcazelo**

1. Ngenjongo yale Mithetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

"indawo eyahlulelwe ukupakisha izithuthi" ithetha indawo yokupakisha ekufakwe kuyo isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali kuso;

"indawo ephawuliweyo" ithetha iisithuba emasibe phakathi kuso isithuthi ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala ngomgca omhlophe omnye okanye ongaphezulu koko kumhlaba wendawo yokupakisha okanye kumgangatho ekubhekiswa kuwo;

"umsebenzi ogunyazisiweyo" uthetha nawuphi na umsebenzi weBhunga oqeshwe liBhunga ngenjongo yokulawula ukupakisha kwiindawo zokupakisha kunye nokufikelela kuzo;

"isithuba sexesha lokupakisha" sithetha isithuba sexesha elipakishiweyo kwindawo eyahlulelwe ukupakisha ngayo nayiphi na imini enye apho isithuthi sivunyelwa ukuba sipakishe kwindawo yokupakisha emiselwe kwiShedyuli ekubhekiswa kuyo;

"iBhunga" lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana kwintsingiselo yeCandelo 157 (2) kunye no(3) woMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Africa;

"isikiti" sithetha nayiphi na ingingqi okanye indawo ebekwe bucala liBhunga ukuze ivalele izithuthi ezisuswe kwindawo yokupakisha ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala;

"isithuthi esiyimoto" sithetha nasiphi na isithuthi esizihambelayo nesiquka-

(a) itreyila; kunye

(b) nesithuthi esinezinyathelo kunye neNjini okanye imoto yoMbane

njengxenye eyimfuneko kuso okanye encanyatheliselwe kuso neyenzelwe okanye elungiselelwe ukuqhutywa ngumntu omnye ngezo zinyathelo kunye nenjini okanye imoto, kodwa kungaquki-

(i) nasiphi na isithuthi esiqhutywa ngamandla ombane afumaneka kugcino lweebhetri nesilawulwa ngumhambi ngeenyawo; okanye

(ii) nasiphi na isithuthi esinobunzima obungadlulanga kwikhilogram ezingama-240 nesenzelwe ngokukodwa nangokungenanceba ukuba sisetyenziswe nangubani na onengxaki yamalungu omzimba angasebenziyo okanye okhubazekileyo nemasisetyenziswe nguloo mntu.

"indawo eyakhelwe ukupakisha izithuthuthu" ithetha indawo yokupakisha apho kufakwe isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emva kokuba ufake imali ezinkozo nesifakelwe ukusetyenziswa zizithuthuthu zodwa;

"isithuthuthu" sithetha isithuthi esinamavili amabini esizihambelayo;

"ukupakisha" kuthetha ukumiswa kwesithuthi nokuba sinomntu okanye asinamntu sime isithuba sexesha elide kunelo lifanelekileyo lokhwelisa okanye ukothula abantu okanye iimpahla, kodwa oko kube kungaquki nakuphi na oko kumiswa kweso sithuthi ngesizathu esingaphaya kolawulo lwabantu beso sithuthi;

"isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso" sithetha isixhobo esizibhalisela ngokwaso kwaye sibonakalise ushicilelo lwexesha ngokuhambelana nokufakwa kwemali kuso okanye ngokuhambelana nokufakwa kwemali ezinkozo kuso kulandele ukusebenza kwaso ngokwemiqathango yeCandelo lesi-2 kwaye, kuya kuquka nasiphi isibonda okanye isimakade esixhonywe kuso;

"isithuba sexesha lokupakisha" lithetha isithuba sexesha lokupakisha kwindawo eyahlulelwe ukupakisha izithuthuthu evunyelweyo ngokufaka imali ezinkozo kwisixhobo esixela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso njengoko iBhunga amaxesha ngamaxesha ngesindululo linokumisela kwaye, apho sinokusetyenziswa, kwenziwe ukuba isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali kuso sisebenze ngokwemiqathango yeCandelo lesi-2;

"isithuthi" sithetha isixhobo esakhelwe okanye esilungiselwe kuphela ukuhamba ngamavili okanye imizila yokurhubuluza nekuquka eso sixhobo sidityaniswe ngentonga yokutsala kwisithuthi esitsala ezophukileyo yaye, isetyenziswa njengenxalenye yesixhobo sokurhuqa isithuthi esirhuqa ezophukileyo ukuxhasa nayiphi na iasi okanye zonke iiasi zesithuthi esirhuqwayo ngaphandle kweso sixhobo sihamba kancinci esiporweni.

2. UMasipala kufuneka emisele iintlawulo ezihlawulelwa ukusebenzisa iindawo zokupakisha.

ICANDELO II

UKUPAKISHA APHO KUNESIXHOBO ESIKUXELELA IXESHA ONGAPAKISHA NGALO EMVENI KOKUBA UFAKE IMALI EZINKOZO KUSO

Imigaqo yokupakisha

3. (1) Akukho mntu kufuneka apakishe nasiphi na isithuthi okanye isithuthuthu okanye enze ukuba isithuthuthu sipakishwe kuyo nayiphi na indawo eyahlulelwe ukuba ibe yindawo yokupakisha izithuthuthu ngaphandle kokuba-

- (a) kwangaxeshanye imali ezinkozo emiselwe ngokwemiqathango yeCandelo lesi-5 okanye nasiphi na isindululo seBhunga esisesinye ifakiwe kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso; okanye
- (b) ukuba ayisosixhobo sikuxelela ixesha ongapakisha ngalo esisebenza kuphela xa kufakwe imali ezinkozo eso sixhobo sichaze ixesha ongapakisha ngalo sisebenze ngokuyijika indawo yokubamba encanyatheliselwe ngokupheleleyo kuso ngasekunene de ibe iyazishicilelela ngokwayo kwaye, iya kubonakalisa ngokucacileyo ukudlula kwexesha; kodwa-
 - (i) loo mali izinkozo kufuneka ifakwe kuphela ngezo yure njengoko iBhunga linokumisela ngesindululo yaye, njengoko kuya kubonakaliswa sisaziso okanye uphawu ngokubhekisele kuye nabani na owahlulelwe indawo yokupakisha kodwa, kuso nasiphi na isehlo kungabikho

phakathi ko-1 emva kwemini ngemigqibelo nango-8 kusasa ngomvulo;

- (ii) ngokubhekisele kumagatya omhlathana (iii), kusemthethweni ukupakisha ngaphandle kwalo ntlawulo isithuthi okanye isithuthuthu kwindawo engenanto eyahlulelwe ukupakisha izithuthuthu kuloo nxalenye kwaye, loo nxalenye kuphela yaso nasiphi na isithuba sexesha lokupakisha, isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso sinokubonisa ukungaphelelwa; kwaye
- (iii) apho umntu aqinisekise khona ukuba eso sixhobo sikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso sendawo yokupakisha okanye indawo eyabelwe ukupakisha izithuthuthu ayisebenzi kakuhle unelungelo lokushiya eso sithuthi okanye imoto kuloo ndawo yokupakisha, kwangoko azise iGosa leNdlela eliyiNtloko ngokona kukhulu ukukhawuleza malunga noko, kuquka inamba pleyiti yeso sithuthi okanye isithuthuthu (ukuba ikho).

- (2) Kuya kuba akuakho mthethweni, ifakiwe okanye ingafakwanga imali ezinkozo entsha kwisixhobo esixela ixesha ongapakisha ngalo yaye, apho kufanelekileyo ukwenziwa kwesixhobo esixela ixesha lokupakisha sisebenze kwakhona ngokwemimiselo yecandelo 2, ukushiya nasiphi isithuthi okanye isithuthuthu emva kokuphela kwexesha okanye emvo kokokuphela kwexesha ukuphazamisa ukusetyenziswa kwalo ndawo siso nasiphi na esinye isithuthi.
- (3) Ukufakwa kwemali ezinkozo emiselweyo kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala, kwaye apho kufanelekileyo, ukwenziwa sisebenze isixhobo esixela ixesha lokupakisha ngokwemiqathango yeCandelo lesi-2, sinike umntu ilungelo lokuyifaka ukuze apakishe isithuthi okanye isithuthuthu kwindawo efanelekileyo ephawulelwe ukupakisha isithuthi kangangesithuba sexesha elihambelana nentlawulo eyenziweyo, kodwa, akukho nto kweli candela evumela mntu ukuba angalunaki uphawu oluthintela ukupakisha kwezithuthi phakathi kweeyure ezichaziweyo.

- (4) Isithuba sexesha apho isithuthi okanye isithuthuthu sinokupakishwa kuyo nayiphi na indawo eyabelwe ukupakisha izithuthi nezithuthuthu kunye nemali ezinkozo efakwa ngokubhekisele kwisithuba selo xesha kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso, eyabelwe kuyo nayiphi na indawo yokupakisha iya kumiselwa liBhunga ixesha nexesha ngesindululo kunye nenesithuba sexesha elimiselweyo kunye nemali ezinkozo emayifakwe kufuneka zibekwe ngokucacileyo kwisixhobo ngokwaso esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso.
- (5) Akukho mthethweni -
- (a) ukufaka kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso nayiphi na imali ezinkozo ngaphandle kohlobo lwemali ezinkozo emiselwe liBhunga nesebenzayo kweli lizwe loMzantsi Afrika;
- (b) ukufaka okanye ukuzama ukufaka kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso, nayo nayiphi na imali ezinkozo yobuxoki okanye eyenkohliso okanye nayiphi na engeyiyo eyesixhobo;
- (c) ukonakalisa okanye ukonakalisa inkangeleko yento okanye ukubhala, ukuzoba okanye ukuncamathisela isaziso esinikezelwa ngesandla, isibhengezo esibhaliweyo, iphekepheke okanye naluphi na uxwebhu olulolunye nokuba siluhlobo lwentengiso okanye asilulo lwayo kwisixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso kodwa iimpawu zentengiso ezamkelwe liBhunga, zinokuncanyathiselwa kuyo nayiphi na ipali yesixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso ngokubhekisele kwimiqathango ebekwe phantsi liBhunga;
- (d) nangayiphi na indlela eyakuthi ibangele okanye izame nakanjani ukuba isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso sishicilele ukuhamba kwexesha ngenye indlela engeyiyo le yokufakwa kwemali

ezinkozo emiselweyo;

- (e) ukuxhuzula, ukubetha, ukushukumisa okanye nangayiphi na indlela yokususa isixhobo esikuxelela ixesha ongapakisha ngalo emveni kokuba ufake imali ezinkozo kuso, esingasebenzi kakuhle okanye esingasebenziyo kwaphela; okanye
 - (f) ukonakalisa inkangeleko, uncolisa, ukucima okanye ngenye indlela ukunika nganeno ngokubonakalayo okanye ukuphazamisana nalu naluphi uphawu olutyatyekwe endleleni, okanye naluphi uphawu okanye isaziso esigxunye kiweyo ngenjongo yale Mithetho kaMasipala.
- (6) Sonke isithuthi okanye isithuthuthu kufuneka sibekwe kwindawo eyabelwe ukupakisha isithuthi okanye isithuthuthu, ingeyiyo indawo etenxileyo kumqokumbelo wendlela kwicala ekulo amavili amavili angakumqokumbelo angabi ngaphezulu kwe-450mm ukusuka kuwo kwaye, kufuneka sipakishwe ngaphakathi kuloo ndawo kwaye, isihlalo somqhubi okanye kwimeko yesithuthi esilungiselelwe ukuqhutywa linxele, isihlalo somkhweli wangaphambili simelene kwaye sisondele kuphawu oluqatywe njengophawu lomqhubi kuqweqwe lendlela okanye, kwimeko yesitalato esihamba iimoto zisiya kwicala elinye apho ukupakisha kuvunyelweyo kwicala lasekunene ekubhekiswa kulo, kwindlela yeenyawo okanye endleleni.

Isithuthi esinobungakanani obudlulisileyo

- 9. (1) IBhunga linokubonisa ngesaziso, esimele siboniswe ekungeneni kwindawo yokupakisha ukuba akukho sithuthi esidlulayo kwi-6m ubude siya kupakishwa kwindawo yokupakisha.
- (2) Apho ukupakishwa kwesithuthi esidlulileyo kwi-6m ubude, Kuvunyelweyo ngesaziso, intlawulo ehlawulwayo ngoko kupakisha iya kuphindwa kabini intlawulo emiselweyo ngesithuthi esiqhelekileyo, yaye, apho ubude obupheleleyo budlulisile kwi-7m loo ntlawulo iya kuphindwa kathathu.

Amatikiti akhutshwa inyanga nenyanga

- 10. (1) Ngaphandle kwayo nantoni na echasana nokuqulathwe liBhunga kule Mithetho kaMasipala ngokunxulumene nayo

nayiphi na indawo yokupakisha elawulwa ngokukhutshwa kwentlawulo emiselweyo, ukukhutshwa kwetikiti elinika ilungelo kumnini/umnikazi ukuba apakishe isithuthi esichaziweyo kuloo ndawo isithuba sexesha elingangenyanga enye okanye nalo naliphi na ixesha elingaphantsi kwelo kubhekiswa kulo ngexesha elikwitikiti ukuba indawo ikhona kwaye, elo tikiti aliyi kutshintshelwa kunye namphi omnye umntu.

- (2) IBhunga linokukhuphela itikiti kuwo nawaphi na amagosa alo elinika ilungelo kumnini/ubunikazi ukuba apakishe mahala kuloo ndawo yokupakisha xa esenza umsebenzi weBhunga njengoko itikiti liya kube lichaza, ukuba indawo ikhona.
- (3) Itikiti elikhutshwe ngokwemiqathango yecandelwana (1) okanye (2) kufuneka lincanyathiselwe ngaphandle kwisithuthi eso sikhutshelwe itikiti ngendlela nakwindawo oza kubonakala ngokucacileyo umbhalo kuyo.

ICANDELO III

IZINTO NGEZINTO

Ukuvalwa kweendawo zokupakisha

11. (1) Ngaphandle kwayo nayiphi na into ephikisana nale Mithetho kaMasipala, iBhunga nanini na linokuyivala indawo yokupakisha okanye inxalenye ekubhekiswa kuyo okwethutyana okanye ngokusisigxina kwaye, liya kuchaza isithuba sexesha lokokuvalwa ngesaziso esiboniswe ekungeneni kwindawo evaliweyo okanye kwinxalenye evaliweyo njengoko, kunokuba njalo.
- (2) Akukho mntu omakapakishe okanye abangele okanye avumele isithuthi ukuba sipakishe okanye sihlale sihleli kwindawo yokupakisha okanye kwinxalenye ekubhekiswa kuyo ngelixa ivaliwe;

Uxanduva lolwaphulo-mthetho

12. Nanini na isithuthi sipakishwe ngokuchasana nalo naliphi na igatya lale Mithetho kaMasipala, sithathwa ngokuba sipakishiwe nguloo mntu ubonakala kwiirekhodi zikagunyaziwe ofanelekileyo wobhaliso ngokwemiqathango yoMthetho ka-1996

weSizwe wokuHamba kweziThuthi eNdleleni; njengomnini, de kube kungqinwa ngenye indlela.

Izithuthi ezineziphene

13. Akukho mntu kufuneka apakishe okanye abangele ukuba nasiphi na isithuthi esinesiphene okanye nangaso nasiphi na isizathu esingakwaziyo ukuhamba ukuba sipakishwe okanye sihlale sihleli kuyo nayiphi na indawo yokupakisha siyisebenzisa ngaphandle kwentlawulo emiselweyo, kodwa akukho lwaphulo-mthetho bukweli candelo luya kuthathwa njengolwenziweyo kuso nasiphi na isithuthi esithe emva kokuba sipakishwe kwindawo yokupakisha, sivelelwa sisiphene sokhando esiyenza ingabinakuhamba xa umntu elawula isithuthi angqine ukuba uthabathe amanyathelo afanelekileyo ukuba isithuthi silungiswe okanye sisuswe ngokukhawuleza.
14. (1) Akukho mntu kufuneka kuyo nakweyiphi na indawo yokupakisha-
- (a) apakishe enze okanye avume ukuba kupakishwe enze ukuba sihlale sihleli nasiphi na isithuthi ngaphandle kwesithuthi njengoko kuchaziwe kwicandelo loku-1;
 - (b) ale okanye asilele ukunikezela ngegama okanye idilesi yakhe echanekileyo xa umsebenzi ogunyaziswe nguMasipala efuna ukuba enze njalo;
 - (c) abonelele okanye abangele okanye avumele nasiphi na isithuthi ukuba siqeshelwe ukuhambisa abantu okanye imithwalo okanye zombini;
 - (d) acoce, ahlangule kwithube likaxakeka, asebenze kuso okanye enze ulungiso lwaso nasiphi na isithuthi okanye inxalenye yaso ekubhekiswa kuyo;
 - (e) aqhube nasiphi na isithuthi kakubi okanye ngokungakhathali okanye ukungathatheli ingqalelo efanelekileyo yokhuseleko okanye okufanele abanye abantu;
 - (f) aqhube nasiphi na isithuthi ngaphezulu kwesantya esisi-10km/h;

- (g) apakishe isithuthi ngenye indlela engeyiyo le ihambelana naso nasiphi na isaziso okanye isikhombisi esibonakaliswe apho okanye ngomyalelo okanye ngecala alixelelwa ligosa eligunyazisiweyo okanye asisuse ngenye indlela engeyiyo le yokungena apho okanye eyokuphuma eyenzelwe loo njongo;
- (h) apakishe okanye alayishele isithuthi okanye avumele nantoni na Ukuba ibekuso ethi ithintele ezinye izithuthi okanye abantu okanye ixine ukuhamba kwazo okanye kulindeleke ukuba yenze njalo;
- (i) ngaphandle kwesizathu esifanelekileyo okanye ngaphandle kolwazi okanye ngemvume yomnini/umnikazi okanye umntu olawula ngokusemthethweni isithuthi ngokusemthethweni, angene okanye agwencele kweso sithuthi okanye enze ukuba oomatshini abalapho bahambe okanye ngayo nayiphi na indlela abhucabhuce okanye aphazamisane noomatshini okanye nayiphi na inxalenye yawo okanye izinto zawo;
- (j) ngokubhekisele kumagatya ecandelo lesi-7, apakishe nasiphi na isithuthi esinenxalenye yaso ezinqamleze kuwo nawuphi na umgca omhlophe owenze umda wendawo eyahluliweyo okanye engekho ngokupheleleyo kuloo ndawo ingumda;
- (k) asuse, asithe onakalise inkangeleko yento, onakalise okanye aphazamisane naso nasiphi na isaziso, uphawu okanye uphawu olugxunyekiweyo liBhunga okanye kwisivumelwano ngendlela efanayo nenye ipropati yayo;
- (l) enze nasiphi na isenzo okanye azise nantoni na ethintela okanye ebonakala ingathintelaukuhamba kwezithuthi nabantu;
- (m) ngenjongo zokuqhatha iBhunga,enze ngenkohliso, alinganise, onakalise inkangeleko yento, enzakalise, aguqule okanye enze naluphi na uphawu kulo naliphi na itikiti elikhutshwe ngokwemiqathango yamagatya ale Mithetho kaMasipala;
- (2) Uphawu olubonisa iBhunga kwindawo yokupakisha noluhambelana nophawu lwendlela olumiselwe nguMthetho ka-1996 weSizwe wokuHamba kweziThuthi eNdleleni kufuneka ugcine ukubaluleka okufanayo njengoko kunikeziwe kolo phawu nguloo

Mthetho ngeenjongo zale Mithetho kaMasipala.

- (4) ngaphandle kokuba lowo mntu ungumnini wetikiti onetikiti elikhutshwe ngokwemiqathango yecandelo le-10 elimvumela ukuba enze njalo, akukho mntu kufuneka apakishe isithuthi okanye abangele okanye avumele ukuba sipakishwe kuyo nayiphi na indawo yokupakisha ngaphambi kokuqala okanye ukuphelelwa kwesithuba sexesha lokupakisha elimiselweyo lendawo yokupakisha.

Ukonakala kwezithuthi

15. UMasipala akanaxanduva ngokulahleka kwaso nasiphi na isithuthi okanye ukususwa kwaso ngokusemthethweni kwindawo yokupakisha okanye umonakalo waso nasiphi na isithutho, izixhobo zaso ezifakelweyo, izinto ezifakiweyo eziluncedo okanye izinto eziqulathileyo owenzeka xa sisuswa.

Abantu abagunyazisiweyo

16. Akukho mntu ngaphandle kokuba ugunyaziwe ukuba makenze oko liBhunga, kufuneka angene okanye abe kwindawo yokupakisha ngaphandle kokuba ungenela isizathu sokupakisha isithuthi okanye ukususa isithuthi ngokusemthethweni, kodwa eli candelo alisebenzi kumntu ovunyelwe ukuba abe ngumkhweli kweso sithuthi ngumntu olawula eso sithuthi.

Isithintelo

17. Ukuba isithuthi sipakishwe ngendlela apho, ngokokubona kumsebenzi ogunyazisiweyo singathintela okanye sixine ukuhamba kwezinye izithuthi okanye abantu kwindawo yokupakisha okanye unokwenza ukuba sisuswe sisiwe kwenye indawo eyinxalenye yayo.

Izithuthi ezilahliweyo

18. Naziphi na izithuthi ezipakishwa kwindawo ekumhlaba wokupakisha isithuba seentsuku ezisixhenxe zilandelelana okanye nangaphezulu koko zingamane zisuswa ngabanini/abanikazi okanye ngumntu obameleyo ziya kuthathwa njengezilahlweyo kwaye, iBhunga lizisuse lize lizikhusele ngokunjalo.

Ukwala ukwamkela

19. (1) Kusekuboneni komsebenzi ogunyaziswe liBhunga ukwala okanye ukwamkela isithuthi kwindawo yokupakisha nokuba sinawo okanye asinawo nawuphi na umthwalo ngenxa yobude baso, ububanzi okanye ukuphakama kulindelekile ukuba singabangela umonakalo ebantwini okanye kwipropati okanye isithintelo okanye uphazamiseko olungalindelekanga.
- (2) Nabani na olawula isithuthi othi akube alelwe ngokwemiqathango yamagatya ecandelwana (1) noqhubeka nokusiqhubela kwindawo yokupakisha unetyala lokwaphula umthetho.

ICANDELO IV

1. Amatyala nezohlwayo

Nabani na-

- (a) ochasa okanye osilela ukuhambelana nawo nawuphi na amagatya ale Mithetho kaMasipala;
- (b) osilela ukuhambelana naso nasiphi na isaziso esikhutshwe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala;
- (c) osilela ukuhambelana nawo nawuphi na umyalelo awunikwe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala; okanye
- (d) othintela okanye ophazamisa naliphi na igosa eligunyazisiweyo ekwenzeni imisebenzi yalo phantsi kwale Mithetho kaMasipala,

ufunyanwa enetyala kwaye ekwimfanelo yokugwetywa isohlwayo ekubanjweni kwakhe okanye ekusileleni kwakhe ukuhlawula asiwe entolongweni.

2. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

- (1) Nayiphi na iMithetho kaMasipala esetyenziswa ngokolawulo lomthetho kaMasipala ngokunxulumene nezinto eziqulathwe yile Mithetho kaMasipala, iyabhangiswa ngenxa

yokuba ichasana namagatya yale Mithetho kaMasipala.

(2) Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala esele ikhona kuqala ukusebenza ukusukela ngomhla yokubhengezwa kwayo.

3. Isihloko esifutshane nokusungulwa kwayo

(1) Le Mthetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yeeNdawo zokuPakisha kwaye, iya kuqala ukusebenza kwingingqi nengingqi ngomhla omiselwe nguMasipala.

(2) UMasipala unokubeka imihla yokuqala ukusebenza eyahlukeneyo kwiingingqi ezahlukeneyo.

No. 12

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIPALA YEETEKSI EZIHLAWULWA NGOKOMGAMA EZIWUHAMBILEYO, IIMIDIBHASI OKANYE IIBHASI

UYILO

IMITHETHO KAMASIPALA YEETEKSI EZIHLAWULWA NGOKOMGAMA
EZIWUHAMBILEYO, IIMINIBHASI NEEBHASI

UMphathi kaMasipala waseMbizana wazisa ngokwemiqathango yeCandelo le-13(a) loMthetho woRhulumente wazeKhaya ka-2000 weNkqubo kaMasipala upapasha iMithetho kaMasipala yeteksi ehlawulwa ngokomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi kunye nebhasi kuMasipala waseMbizana, njengoko kwamkelwe liBhunga lawo yavunywa nayiNkulumbuso yePhondo leMpuma Koloni ngokwemiqathango yeCandelo 80A loMthetho ka-1996 kaZwelonke wokuHamba kweziThuthi eNdleleni (uMthetho nomb.89 ka-1996), njengoko ubekiwe apha ngezantsi.

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIPALA YETEKSI EHLAWULWA NGOKOMGAMA EWUHAMBILEYO, ITEKSI, KUNYE NEBHASI

IZIQULATHO

ISAPHLUKO SOKU-1

UKUTOLIKWA KWAYO

1. Iinkcazelo

ISAPHLUKO SESI-2

Ukuqhuba komqhubi ahambe ngeyona ndlela yakha yamfutshane

2. Ukugcinwa kokuzibophelela ngumqhubi
3. Ukusebenza kwesixhobo esibala intlawulo yeteksi

ISAPHLUKO SESI-3 IBHASI

4. Izitophu
5. Ukukhwela nokwehla ebhasini
6. Ukumisa komqhubi ezitophini

ISAPHLUKO SESI-4 NGOKUBANZI

7. Ukupakishwa kweteksi ehlawulwa ngokomgama ewuhambileyo, iteksi,

- imidibhasi okanye ibhasi
8. Ukupakisha kwiindawo zolonwabo okanye zomngcwabo
 9. Ukuzibophelela kwabakhweli
 10. Ukusilela okanye ukwala ukuhlawula okanye ukuzama ukubaleka nentlawulo efanele ukuhlawulwa
 11. Ukunikezela ngegama nedilesi yomntu obehanjiswe ngeteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi
 12. Ukuhanjiswa kwezinto ezingcolileyo okanye umntu oswelekileyo
 13. Ukubulala iintsholongwane kwiteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi
 14. Ilungelo lomqhubi lokwala ukuhambisa abakhweli
 15. Impahla eshiywe kwiteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi
 16. Ukuphatha izinto eziyingozi nezizizenyeliso
 17. Ucoceko
 18. Umcwangcisi wokuma kwabantu
 19. Ukucoceka kwesithuthi
 20. Amatyala nezohlwayo
 21. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala
 22. Isihloko esifutshane

Iinkcazelo

1. (1) Kule Mithetho kaMasipala naliphi igama okanye inkcaza ecacisiweyo kuMthetho ka-2001 wokuThuthwa kwabaKhweli kwiPhondo leMpuma Koloni (uMthetho nomb.7 ka-2001) inaloo ntsingiselo kwaye, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

"iGosa eligunyazisiweyo" lithetha naliphi na igosa leBhunga eligunyazisiweyo ukuba lilawule, lenze kwaye, liyalele amagatya ale Mithetho kaMasipala;

"iBhunga" lithetha -

(a) uMasipala waseMbizana ophumeza uwiso-mthetho lwawo kunye namagunya esigqeba ngoMasipala wabo;

(b) abalandeli babo esikhundleni;

(c) isigqeba okanye umntu owenza amagunya awathunyiweyo okanye owenza nawuphi umyalelo apho naliphi na igunya elikule Mithetho kaMasipala linikezelwe kuye okanye yena ulinikezele komnye umntu okanye umyalelo onikeziweyo, njengoko kukhankanyiwe kwicandelo lama-59 loMasipala waseKhaya: loMthetho ka-2000 weNkqubo kaMasipala, (uMthetho nomb.32 ka-2000); okanye

(d) umnikezeli weenkonzelo wokuphumeza uxanduva oluphantsi kwale Mithetho kaMasipala olwabelwe yena ngokwemiqathango yecandelo lama-81(2) loMasipala waseKhaya: loMthetho weNkqubo kaMasipala okanye nawuphi na umthetho ongomnye njengoko kunokuba njalo;

"iKlabhu yokukhwelisana" ithetha nayiphi na iklabhu apho lonke ilungu ngaphandle kwembuyekezo ethe ngqo nengathanga ngqo liya kuhambisa okanye lenze kuhanjiswa ngemoto amalungu alo klabhu okanye abanye abantu abachongwe ngabo ukuya nokubuya kwindawo ebilungiselelwe ukuya kuyo;

"iGosa lezempilo lonyango" lithetha igosa elonyulelwe oko phantsi kwecandelo lama-22 okanye elama-25 loMthetho wezeMpilo ka-1977 (uMthetho nomb.63 ka-1977)

"iNtlawulo emiselweyo" ithetha intlawulo emiselwe liBhunga ngesisombululo secandelo 10G(7)(a)(ii) loMthetho ka-1993 woRhulumente woMasipala oGuqukayo;

"iNdlela kawonke-wonke" ithetha indlela kawonke-wonke njengoko ichaziwe kuMthetho ka-1996 kaZwelonke wokuHamba kweziThuthi eNdleleni;

"uMcowangisi wokuma kwezithuthi" uthetha umntu ochongwe ngumbutho weeteksi ukuba alawule iinkonzo zeeteksi; kwaye

"IRenki" ithetha isixhobo esibekelwe bucala liBhunga ukuba sisetyenziswe sisithuthi sokukhwelisa abantu;

(2) Kukho igatya kule Mithetho kaMasipala elinikezela igunya kumsebenzi weBhunga kwaye elo gunya okanye umsebenzi ngokwemiqathango yecandelo 21 (2) loMasipala waseKhaya: loMthetho ka-2000 weNkqubo kaMasipala okanye ngokomnye umthetho elo gunya linikezelwe kumnikezeli weenkono naphi na apho kusilelwa khona kwaye oko makuthathwe njengokuba kuxelwa loo mnikezeli weenkono.

ISAHLUKO SESI-2

Ukuqhuba komqhubi ahambe ngeyona ndlela imfutshane

2. (1) Umqhubi wayo nayiphi na iteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo ngexesha ekuqeshwe ngalo iteksi leyo kufuneka athathe eyona ndlela imfutshane ahambise abakhweli abase kwindawo abaya kuyo, ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngenye indlela okanye indlela leyo iyalelwe ngabakhweli.

(2) Umqhubi weteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo kufuneka enemephu esetyenziswa ngoku kwingingqi kaMasipala okanye eyiyeyakhe ekufuneka ayenze ibekhona ayinike umkhweli xa eyicela.

Ukugcinwa kwezibophelelo ngumqhubi

3. (1) Umqhubi wayo nayiphi na iteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo kufuneka ahambise umkhweli kunye nempahla zakhe ukuya kwindawo abavumelene ngayo.

(2) Ukuba nje umqhubi weteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo ngaso nasiphi na isizathu akakwazi ukuhambisa umkhweli kunye nempahla zakhe ayo kumbeka kwindawo ebekuvunyelwene ngayo, kufuneka loo

mqhubi athathe onke amanyathelo afanelekileyo okufunela umkhweli lowo enye iteksi okanye ayekele kuye ukuba azifunele isithuthi esiza kumbeka kule ndawo aya kuyo.

Ukusebenza kwesixhobo esibala intlawulo yeteksi

4. (1) Umqhubi weteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo nefakwe isixhobo sokubala intlawulo-teksi kufuneka, nje ukuba umqhubi afike kuloo ndawo aqalisa kuyo uhambo aluqeshelweyo, hayi ngaphambi kokuba luqale uhambo, asisete isixhobo eso xa iqala ukuhamba iteksi kwaye, kufuneka asicime ukufika kwakhe kwindawo leyo ebesiya kuyo ukuze singaqhubeki nokubala.

(2) Kuko nakuphi na ukumisa okuye kwenzeka kungabangelwanga yingxinano yezithuthi okanye sisenzo okanye ngesicelo somkhweli nawuphi na, umqhubi kufuneka asicime isixhobo singaqhubeki nokubala;

(3) Umnini/umnikazi weteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo kufuneka aqinisekise ukuba amagatya ecandelwana (1) no (2) kunye nelona xabiso lokukhwela liphantsi kunye nelona liphezulu njengoko kumiselwe ngokwemiqathango yoMthetho ka-2001 wokuThuthwa kwabaKhweli kwiPhondo leMpuma Koloni, ukuba ikhona nayiphi na incanyathiselwe ngaphakathi eteksini kwindawo ebonakalayo umkhweli uya kuzifundela.

ISAHLUKO SESI-3

IIBHASI

Izitophu

5. Akukho mqhubi webhasi, njengoko kuchaziwe kuMthetho ka-2000 kaZwelonke weNguqulelo yezoThutho (uMthetho nomb.22 ka-2000) unokuyimisa ibhasi xa ekhwelisa okanye esothula naba ni na okhweleyo, ngaphandle kwakwindawo echongwe liBhunga ukuba angema kuyo.

Ukukhwela nokwehla ebhasini

6. Umkhweli webhasi olindelekileyo njengoko kuchaziwe kuMthetho ka-2000 kaZwelonke weNguqulelo kwezoThutho (uMthetho nomb.22 ka-

2000) angangena kwaye ehlike ebhasini kwisitophu esichongwe liBhunga;

Ukumisa komqhubi ezitophini

7. Umqhubi wesithuthi ozibandakanye kwiinkonzo zokuthutha abakhweli ngesithuthi sikawonke-wonke nothe ngaxesha lithile akakwelisa elona nani liphezulu ebefanele ukulikhwelisa kwisithuthi eso kufuneka eme kuso nasiphi na isitophu esichongiweyo xa kukho umkhweli olinde ukukhwela.

ISAHLUKO SESI-4

NGOKUBANZI

Ukupakishwa kweteksi ehlawulwa ngokomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye nebhasi

8. Akukho mntu unokupakisha iteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi kuyo nayiphi na indlela kawonke-wonke ngenjongo yokunikezela ngenkonzo yokuthutha umkhweli kwindlela kawonke-wonke ngeso sithuthi, ngaphandle kokuba kukwindawo yokupakisha ephawulwe ngophawu lwezindlela njengoko kumiselwe ngokwemiqathango yoMthetho ka-1996 kaZwelonke wokuHamba kwezithuthi eNdleleni;

Ukupakisha kwiindawo zolonwabo okanye zomngcwabo

9. Nangona icandelo legatya lesi-8 lale Mithetho kaMasipala, iteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo inokupakishwa kwindlela kawonke-wonke inikezele ngeenkonzo zayo apho kuqhubeka khona ipati okanye umbhiyozo wabucala okanye apho umngcwabo okanye umtshato kumbovu ukuba uqalise;

Ukubandakanywa kwabakhweli

10. (1) Akukho mqhubi weteksi ehlawulwa ngoma ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi okanye nabani na onokusebenzisa indlela enyanzelisayo okanye eyimfihlo okanye ngenye indlela eyenye, unokuthintela okanye ukufuna ukuthintela nabani na

ekuqesheni nayiphi na iteksi engenye ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi okanye ukufuna ukuthintela umqhubi wenye iteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi okanye ibhasi ekufumaneni okanye ekuhambiseni umhambi okanye umthwalo.

(2) Akukho mntu unokusebenzisa ukunyanzelisa, ukoyikisa okanye enye indlela eyoyikisayo okanye enye indlela engenye ukuthintela okanye ukuzama ukuthintela nabani na ukuba omnye umntu ekuthatheni inxaxheba kwiklabu yokukhwelisa.

(3) Umqhubi okanye ukondaktha weteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi akanako ukukhalisa ihutara okanye isixhobo esenza ingxolo ukutsala abakhweli abanokubakho.

Ukusilela okanye ukwala ukuhlawula okanye ukuzama ukubaleka nentlawulo efanele ukuhlawulwa

11. Akukho mqeshi okanye inkhweli kwisithuthi esibandakanya ukunikezelwa kweenkonzo zothutho loluntu ezindleleni unokusilela okanye ale ukuhlawula nayiphi na intlawulo yohambo oluhanjwe ngulo mqeshi okanye umkhweli.

Ukunikezela ngegama nedilesi lomntu obehanjiswe ngeteksi ehamba ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi

12. Nabani na oqesha okanye ohanjiswa kwisithuthi okanye ngesithuthi esinikezela ngeenkonzo zothutho loluntu ezindleleni othe wasilela okanye wala ukuhlawula nayiphi na intlawulo amele kukuyihlawula kufuneka aachaze igama nedilesi yakhe echanekileyo. xa eceliwe ngumqhubi ukuba enze njalo.

Ukuhanjiswa kwezinto ezingcolileyo okanye umntu oswelekileyo

13. (1) Umqhubi wesithuthi esibandakanya ukunikezelwa kweenkonzo zothutho loluntu ezindleleni angala ukuhambisa okanye ukukhwelisa-

(a) nabani na ngokucacileyo okwinqanaba lokungcola okanye lokuba naso nasiphi na isifo esosulelayo; okanye

(b) nasiphi na isilwanyana esifileyo ngaphandle kwesilwanyana okanye inkukhu efunelwa ukusetyenziswa, xa eso silwanyana okanye loo nkukhu isongelwe kakuhle.

(2) Akukho mntu unomntu ophantsi kogcino lwakhe okanye amaziyo obesekuhleni okanye obesulelwe siso nasiphi na isifo unokukhwelisa loo mntu kwiteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi.

(3) Akukho mntu ukwinqanaba lokungcola ngokucacileyo okanye nasiphi na isifo esosulelayo unokungena kuloo teksi ihlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi okanye engenile oya kuhlala kweso sithuthi emva kokuba eceliwe ngumqhubi okanye ikondaktha ukuba aphume kuso.

Ukubulala iintsholongwane kwiteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, imidibhasi okanye ibhasi

14. (1) Umnikazi, umqhubi, ikondaktha okanye nabani na ongomnye oselulawulweni lwesithuthi esizibandakanya neenkonzo zothutho loluntu ezindleleni kufuneka kwangoko angenelele kwangoko kwa-ukuba ayazi ukuba-

(a) azi nabani na onesifo esosulelayo;

(b) umzimba wakhe nabani na oswelekileyo seso sifo; okanye

(c) nantoni na ethe yasekuhleni kweso sifo okanye yosulelwa seso sifo, ehanjiswe ngeso sithuthi okanye isithuthi esizibandakanya neenkonzo zothutho loluntu ezindleleni kufuneka ichazwe kwiGosa lezoNyango lezeMpilo.

(2) Nawuphi na umnini/umnikazi, umqhubi, ikondaktha okanye omnye umntu ekubhekiswa kuye kwicandelwana (1) kufuneka athathe yonke imiyalelo ekhutshwe liGosa lezoNyango lezeMpilo ngokubhekisele ekubulaweni kweentsholongwane zeso sithuthi sizibandakanya neenkonzo

zothutho loluntu ezindleleni.

Ilungelo lomqhubi lokwala ukuhambisa abakhweli

15. (1) Umqhubi wesithuthi esizibandakanya neenkonzco zothutho loluntu ezindleleni unokwala xa ethathe eso sigqibo okanye ecelwe ngomnye umkhweli ukuba ahambise nabani na amaziyo ukuba uyotywe okanye uyangxola, undlongondlongo okanye akakwazi ukuziphatha kakuhle.

(2) Akukho mntu kubhekiswa kuye kwicandelwana (1) unokuhlala kwisithuthi esizibandakanya neenkonzco zothutho loluntu okanye kweso sithuthi emva kokuba ecelwe ngumqhubi okanye ikhondaktha ngenxa yoko ukuba asishiye eso sithuthi sizibandakanya neenkonzco zothutho loluntu ezindleleni.

Impahla eshiywe kwiteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, imidibhasi okanye ibhasi

16. (1) Nayiphi na impahla eshiywe kwisithuthi esizibandakanya neenkonzco zothutho loluntu ezindleleni ukuba iye ayabangwa kwiiyure ezingama -24 emva kokuba iboniwe kweso sithuthi sizibandakanya neenkonzco zothutho loluntu ezindleleni, umqhubi okanye ikondaktha kufuneka-

- (a) ukuba ulilungu lombutho athathe loo mpahla ayise kulo ofisi Ikufutshane yombutho lowo;
- (b) ukuba usebenzisa idepho yebhasi ngenjongo yomsebenzi awenzayo kufuneka athathe loo mpahla kuloo depho;
- (c) ukuba akalolungu lombutho okanye akasebenzisi loo depho yebhasi ngenjongo yomsebenzi awenzayo uya kuyithatha loo mpahla ayise etshajofisi,

afumane irisithi kuloo mntu amnike impahla leyo okanye kwigosa eliphangeleyo etshajofisi, njengoko kunokuba njalo.

(2) Ukuba loo mpahla kubhekiswa kuyo kumhlathi (a) kunye no(b) okanye kwicandelwana (1) ayibangwanga kwiintsuku ezisixhenxe zokufunyanwa kwayo kwiofisi yombutho efanelekileyo, umntu eyayinikwe yena kufuneka

ayithathe ayise etshajofisi ayinike igosa elisemsebenzini ekufuneka likhuphe irisithi yayo.

Ukuphatha izinto eziyingozi nezizenyelis osithuthi sizibandakanya neenkonzozothutho loluntu.

17. (1) Ukuba umqhubi okanye ikondaktha yesithuthi esizibandakanya neenkonzozothutho loluntu ezindleleni uye wasola ngokufanelekileyo ukuba kukho nawuphi na umkhweli ophethe nantoni na eyingozi okanye esisenyeliso ngaphandle kwesibham njengoko kucacisiwe kwicandelwana (2), umqhubi okanye ikondaktha okanye nabani na ongumkhweli ongomnye unokumcela la mntu ebechazwe kuqala ukuba anikezele loo nto ayiphetheyo kumqhubi okanye ikondaktha.

(2) Ukuba umkhweli uphetha isibham, umqhubi okanye ikondaktha inokucela umkhweli ukuba aveze ilayisensi yeso sibham okanye ukuba umkhweli kufuneka ephethe isibham njengelungu lenkonzo kaMasipala esekwe ngokwemiqathango yoMthetho ka-1995 wamaPolisa oMzantsi Afrika okanye njengelungu lomKhosi wezoKhuselo weLizwe osekwe phantsi koMthetho ka-1957 wezoKhuselo, (uMthetho nomb.44 ka-1957), umqhubi okanye ikondaktha unokucela umkhweli ukuba aveze isazisi sakhe esisebenzayo ewayesinikwe yilo nkonzo okanye ngulo mKhosi.

(3) Ukuba umkhweli uyala ukudlulisa into ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (1), okanye uyasilela ukuveza ilayisensi okanye isazisi ekubhekiswa kuso kwicandelwana (2) kumqhubi okanye kwikondaktha, umqhubi unokwala ukumhambisa loo mkhweli.

(4) into ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (1) kufuneka ibuyiselwe kumnini/umnikazi wayo ekupheleni kohambo.

Ucoceko

18. Umqhubi okanye ikondaktha yaso nasiphi na isithuthi esizibandakanya neenkonzozothutho loluntu kufuneka acoceke kwaye anxibe cocekileyo ngamaxesha onke xa ehambisa abakhweli, kwaye kufuneka umkhweli ngamnye amphathe ngokuphucukileyo nangentlonipho.

Umcwangcisi wokumisa abantu

19. (1) Umcwangcisi wokumisa abantu kuyo nayiphi na irenki kufuneka abonakale ngokucacileyo kumqeshi wakhe kwaye kufuneka aliveze ekuhlени igama lakhe kwimpahla yakhe ezantsi kweligxa lasekhohlo.
- (2) Umcwangcisi wokumisa abantu kufuneka umsebenzi wakhe awenze ngembeko nangendlela ephucukileyo kwaye, ahloniphe umkhweli ngamnye.
- (3) Apho ummcwangcisi wokumisa abantu alawula ukungena kwabakhweli kwiteksi ihlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi kufuneka angavumeli ukuba kukhwele abakhweli abangaphezulu kwenani eliqingqiweyo ukuba likhwele ngokusemthethweni.

Ukucoceka kwesithuthi

20. Umnini/umnikazi wayo nayiphi na iteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi kufuneka asigcine sicocekile isithuthi kwaye, sikwimeko elungileyo ngamaxesha onke esazibandakanya neenkonzozo zothutho loluntu ezindleleni.

Amatyala nezohlwayo

21. Nabani na-

- (a) ochasa okanye osilela ukuhambelana nawo nawuphi na amagatya ale Mithetho kaMasipala;
- (b) osilela ukuhambelana naso nasiphi na isaziso esikhutshwe ngokwale miqathango yale Mithetho kaMasipala;
- (c) osilela ukuhambelana nawo nawuphi na umyalelo osemthethweni okhutshwe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala; okanye
- (d) othintela okanye ophazamisa naliphi na igosa leBhunga kumsebenzi walo phantsi kwale Mithetho kaMasipala,

unetyala kwaye, ukwimfanelo yokugwetywa isohlwayo okanye ukuba uyasilela ukuhlawula asiwe entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintandathu kwaye, kwimeko

yokuqhubeka kwesohlwayo uya kunikwa esinye isohlwayo esingadlulanga kwi-R50 okanye ukuba uyasilela ukuhlawula uya kusiwa entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga kusuku olunye, imihla ngemihla sisaqhubeka eso sohlwayo, emva kokuba kukhutshwe isaziso esibhaliweyo liBhunga nesinikwe umntu ochaphazelekayo, ocela ukurhoxiswa kwezo sohlwayo.

Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

22. Nayiphi na iMithetho kaMasipala ephunyezwe nguMasipala enxulumene neteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi iphelisiwe ngenxa yokukhabana nale Mithetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane

23. Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala ka-2003 yeteksi ehlawulwa ngomgama ewuhambileyo, iteksi, imidibhasi okanye ibhasi.

No. 13

UMASIPALA WENGINQI YASEMBIZANA

ULWELO OLUNOKUTSHA NEZINYE IZINTO

UYILO 1

ULWELO OLUNOKUTSHA NEZINYE IZINTO**ISALATHISO**

1. Icandelo
2. Inkcazelo
3. Okubanzi
4. Ukugcinwa kolwelo olunokutsha
5. Iindawo zokugcina isambuku
6. Ukuthuthwa kolwelo olunokutsha
7. Amagumbi okucoca impahla kusetyenziswa amachiza: Jikelele
8. Amalungiselelo awodwa apho ulwelo olunokutsha olukudidi A noB olusetyenziselwa ukucoca impahla kusetyenziswa amachiza.
9. Amalungiselelo awodwa apho ulwelo olukudidi C lusetyenziselwa ukucoca impahla kusetyenziswa amachiza
10. Amagumbi okutshizela
11. Amagumbi okuxubela
12. Amalungiselelo apho ulwelo olukudidi B lusetyenziselwa okanye luphathwa khona
13. Igesi yePetroleum enyibilikisiweyo
14. Izinto zokudlala ezizaliswe ngegese
15. Ikhabide
16. Amatyala nezohlwayo

Uludwe lwenkqubo 111
Uludwe lwenkqubo 1v

Iinkcazelo

1. Ngokwesisahluco, ngaphandle kokuba imeko ubonisa ngakumbi-
“itanki yokugcina engaphezulu komhlaba” ithetha itanki eyakhiwe ngaphezulu okanye engxenywe yayo yakhiwe ngaphezulu komhlaba

esetyenziselwa okanye enjongo yayo ikukusetyenziselwa Ukugcinwa kolwelo olunokutsha;

“igosa elisemagunyeni” lithetha igosa leBhunga eligunyaziswe liBhunga;

“umgca womda” uthetha umjikelezo wesakhiwo nomhlaba waso apho ulwelo olunokutsha lugcinwe okanye lusetyenziswa khona;

“indawo yokugcina isambuku” ithetha nasiphi isakhiwo nomhlaba waso esisetyenziselwa okanye enjongo yaso ikukusetyenziselwa ukugcina isambuku solwelo olunokutsha apho ulwelo olunokutsha luzakwabiwa khona ingakumbi ziinqwelo ezinamatanki okanye ngenye indlela;

“ukugcinwa kwesambuku” kuthetha nasiphi isakhiwo, okanye ingxenye yesakhiwo esisetyenziselwa okanye enjongo yaso ikukusetyenziselwa ukugcinwa kolwelo olunokutsha olukwisikhongozelo esinikuphathwa;

“ikhabide” ithetha isiqalelo esithile esithambileyo esimhlophe okanye ikhabide;

“isiqinisekiso sobhaliso” sithetha isiqinisekiso esikhutshwe liBhunga, esigunyazisa nabani na ukuba angasebenzisa isakhiwo nomhlaba waso esibalulelwe ugcino, ukusetyenziswa nokuphathwa kolwelo olunokutsha, okanye ugcino lwekhabide, kuxhomekekile;

“igosa eliyiNtloko” lithetha naliphi na igosa eliyiNtloko ngokubhekisele kwicancelwana (2) lecandelo 2

“isikhongozelo” sithetha nayiphi na ityesi, itoti, nawuphi na umphanda, umgqomo, okanye noba yeyiphi enye into esisitya esetyenziselwa okanye enjongo yayo ikukusetyenziselwa ufaka ulwelo olunokutsha, kodwa itanki yamafutha yemoto okanye injini esebenza imile azibalwa;

“oomatshini bokucoca impahla kusetyenziswa amachiza” bathetha nabaphi na oomatshini abasetyenziselwa okanye enjongo yabo ikukusetyenziselwa ukucoca okanye ukusetyenziswa kwezambatho okanye impahla elukiweyo ngoncedo lolwelo olunokutsha;

“igumbi lokucoca impahla kusetyenziswa amachiza” lithetha nasiphi na isakhiwo nomhlaba waso ezisetyenziselwa okanye enjongo yazo ikukusetyenziselwa okucoca okanye ukusetyenziswa kwezambatho okanye impahla elukiweyo ngoncedo lolwelo olunokutsha ukuze kubekho inzuzo okanye umvuzo;

“ulwelo olunokutsha olukudidi A” luthetha naluphi na ulwelo olunokutsha olunenkomba eyiyo ubushushu obukwiqondo lama23 nagaphantsi;

“ulwelo olunokutsha olukudidi B” luthetha naluphi na ulwelo olunokutsha olunenkomba eyiyo yobushushu obungaphezulu kweqondo lama23 ukuya kuquka neqondo lama55;

“ulwelo olunokutsha olukudidi C” luthetha naluphi na ulwelo, ioli, okanye ezinye izinto ezifana nazo ezinekomba eyiyo yobushushu obungaphezulu kweqondo lama55 kodwa bungaphantsi kweqondo lama90; Ngokokwale nkcazelo yo**“lwelo olunokutsha”** inkomba imiswe ngokungqinelana ne nkcazelo equlethwe kumqulu wendlela yokusebenza yaMashishini ePetroleum SABS 089: Part 1 – 1996;

“igumbi elinokuhlaliwa” lithetha igumbi elakhelwe okanye elilungiselelwe ukuba lisetyenziswe nje nge gumbi lokuhlala okanye lokusebenzela kuquka iivenkile, iizindlu zokusebenzela neofisi yaye eli gama lithi **“elinokuhlaliwa”** linentsingiselo ekwa njalo;

“igesi yePetroleum elulwelo” ithetha igesi, esisiveliso esilisoloty sePetroleum ethi xa igcinwe phantsi kocinezelo kwisilinda ithathe imo yolwelo de ucinezelo lube luphungulwe;

“igumbi lokuxubela” lithetha naliphi na igumbi okanye isakhiwo esisetyenziselwa okanye enjongo yaso ikukusetyenziselwa ukwenziwa okanye ukulungiselelo lwayo nayiphi na imveliso equka ukusetyenziswa kolwelo olunokutsha;

“umntu” ubandakanya nawuphi na umntu oyedwa, inkampani, iqumrhu, indibanisela okanye enye into enokwenza nomntu;

“imisebenzi ekhuselweyo” ithetha nayiphi na indlu, isakhiwo okanye olunye uhlobo lwesakhiwo olusetyenziselwa okanye enjongo yaso ikukusetyenziselwa ukuhlalisa abantu okanye intlanganiso yoluntu kuquka izikolo, imibutho namanye amaziko aloluhlobo akwa quka nasiphi na isitali sezilwanyana, kodwa iiofisi zokulawula amagumbi okutshintshela okanye amagumbi okungcolisela akwindawo yokugcina isambuku akabalwa;

“impompo” ithetha nayiphi na impompo esetyenziselwa okanye enjongo yayo ikukusetyenziselwa ukunikwa, ukuhanjiswa, ukundululwa okanye ukumpontshwa kolwelo olunokutsha okanye izinto yaye kuquka zonke izixhobo, imibhobho nezinye izixhobo ezisetyenziswa ngokunxulumene noku, kodwa ayiziquki iimpompo ezikwiindawo zokugcina isambuku;

“izakhiwo nemihlaba yazo ezibhalisiweyo” zithetha isakhiwo nemihlaba yazo ebhaliswe liBhunga ngokwa le mithetho kamasipala yogcino lwekhabide;

“inqwelo enetanki” ithetha nayiphi na inqwelo eyakhelwe yamiselwa ukuthutha ulwelo olunokutsha olwabiwa kuqala okanye kuphela kwitanki eyakhiwe yayingxenye yenqwelo leyo yaze yacanyatheliswa kuyo ngokomeleleyo;

“indlwana yokutshizela” ithetha naluphi na ulwahlulo kwakhona, okanye ikompatimenti ezimeleyo, okanye naliphi na igumbi lokutshiza, xa ulwahlulo kwakhona okanye ikompatimenti elolu hlobo isetyenziselwa ukutshizela iinqwelo okanye izinto ngolwelo olunokutsha neminye imisebenzi ehambelana noko;

“amagumbi okutshizela” athetha naliphi na igumbi okanye isakhiwo eliseyenziselwa okanye enjongo yalo ikukusetyenziselwa ukutshizwa

kweenqwelo nezinye izinto ngolwelo olunokutsha neminye imisebenzi ehambelana noko;

“isitori” sithetha nasiphi na isakhiwo esingesiso isitori sokugcina isambuku esisetyenziselwa okanye enjongo yaso ilugcino lolwelo olunokutsha;

“utshintsho ululihlebo” luthetha utshihstho lolwelo olunokutsha lusuka kwinqwelo enetanki ngendlela ekhalimela ukuphuncuka kolwelo olunokutsha okanye umsi wayo nakwesiphi na isithuba kolu nkqubo ngaphandle kweendawo apho umsi ukhutshwa ngabom kusetyenziswa intuja yombhobho;

“isithuthi semvume” sithetha itanki esetyenziselwa okanye enjongo yayo ikukusetyenziselwa ugcino lolwelo olunokutsha, erhangqwe ngokupheleleyo ngumhlaba okanye ngamatye aqinileyo okanye nayiphi na itanki emiselwe azantsi phantsi komhlaba evaleleke gingci ngesamente okanye isakhiwo sezitena esingenakuphuma lulwelo erhangqwe ngokupheleleyo yisanti;

“intunja yombhobho” ithetha umbhobho owakhiwe wafakelwa ukuvumela ukuphuma komsi wolwelo olunokutsha uye eyoyeni ojikeleza umhlaba.

Ulungiselelo lweminye imithetho kamasipala ezakusetyenziaswa

2. La malungiselelo akwesi Sahluko makangasetyenziswa nakowuphi na umhlaba okanye isakhiwo nomhlaba waso ezimiselwe ngaphandle kwelokishi okanye indawo yokuhlala apho uwonke-wonke angavumelekanga kungena khona kunye nalapho umnikazi okanye umhlali agcina okanye abeka khona ulwelo olunokutsha okanye ezinye izinto zezolimo azisebenzisa yena.

Ukusetyenziswa kwesi Sahluko kwizakhiwo nemihlaba yazo esele ikhona

3. Amalungiselelo ecandelo lama: 70, 72, 74, 77, 78, 81, 93, 99, 102 (a), imihlathi 9 (a), (b), (c), (d), (e), (f) no (g) yecandelo le133, imihlathi (a) no (c) yecandelo le136 nemihlathi (a) no (d) yecandelo 140 makangasetyenziswa nakwisiphi na isakhiwo ekungekho senthethweni ngoku ukusisebenzisela ugcino, okanye ukuphathwa kolwelo olunokutsha ngendlela ezakufuna ukuba ezizakhiwo nemihlaba yazo idinge okwakhiwa ngokutsha, ukuguqulwa okanye ukongezelelwa, khon'ukuze zihambelane necandelo eli likhankanyiweyo, kodwa apho kuthe nasiphi na isakhiwo nomhlaba waso sakhiwa ngokutsha, saguqulwa okanye songezelelwa, lo msebenzi kumelwe wenziwe ngokuhambiselana namalungiselelo esi Sahluko: Ukuba kuthe xa kutshintsha umnini ndawo yaso nasiphi na isakhiwo nomhlaba waso ngokwesicelo esisemthethweni sogcino, ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kolwelo olunokutsha, akukho hlaziyo lwaso nasiphi na isiqinisekiso okanye ubhaliso omalukhutshwe ngokunxibelele noku ngaphandle kokuba naked kube amalungiselelo alamacandelo akhankanywe apha abe athotyelwe, kwaye amalungiselelo alamacandalo kufuneka emva koko asetyenziswe kwezizakhiwo nemihlaba yazo.

Isicelo sokuvunywa kweeplani

4. (1) Isicelo ngasinye sokuvunywa kweeplani okanye isakhiwo nemihlaba yazo apho kufuneka khona isiqinisekiso sobhaliso ngokuhambelana necandelo 42, kufuneka sibhalwe phantsi sisiwe eBhungeni.

(2) Isicelo nagsinye ngokuhambiselana nesahlukwana (1) engaxulumananga nezakhiwo nemihlaba yazo ezakhe zanikwa isiqinisekiso sobhaliso ngaphambili, kufuneka sikhathshwe yiplani yesizizakhiwo nemihlaba yazo izotywe kwisikali esingekho ngaphantsi kwe 1:100 ekufuneka icacise:-

(a) izakhiwo nemihlaba yazo kuquka nokonyusawa kwazo ngokuphathelene nezakhiwo emelene nazo ngaphezulu okanye ngaphantsi komhlaba, ubukhulu bangaphakathi bubuniswe ngemizobo yalo naliphi na igumbi, isakhiwo okanye itanki yokugcina apho ulwelo olunokutsha luzakugcinwa, setyenziselwa okanye phathwa khona, nezinto ekucetywa ukwakhiwa ngazo eligumbi, sakhiwo, okanye itanki lokugcina;

(b) iinkcukacha ezizeleyo, kuquka iindawo ekuzakubekwa kuzo impompo, itanki yokugcina, istori, oomatshini bokucoca impahla kusetyenziswa amachiza abasendleleni, igumbi lokutshiza, indlwana yokutshiza, nezixhobo zombobho wokukhupha igesi.

(3) Isicelo ngasinye esiloluhlobo kufuneka sikhathshwe ngumfanekiso wezizakhiwo nemihlaba yazo izotywe kwisikali esingekho ngaphantsi kwe 1: 500, ekufuneka icacise:-

(a) izakhiwo nemihlaba yazo nazo zonke izikhala ezingenanto nenani lezitendi zazo kunye nento isakhiwo ezo ezakhiwe okanye ezizakwakhiwa ngayo;

(b) izitendi eziyamane ngqo nazo namanani azo;

(c) amagama ezitrato apho soyamene khona isiza nelokishi okanye indawo yokuhlala esikuyo;

(d) incam esemantla

(4) Isicelo ngasinye ngokuhambiselana sesahlukwana (1) ngokunxulumene nezakhiwo nemihlaba yazo esele zikhona apho isiqinisekiso sobhaliso sele sikhutshiwe nalapho kucetywa ukwenza inguqulo, okanye ukwengezwa kuzo nasiphi na izixhobo ezisemthethweni ezisetyenziswa okanye enjongo yazo ikukusetyenziselwa ugcino nokuphathwa kolwelo olunokutsha kufuneka sikhathshwe yiplani yaphantsi kuphela. Le plani yaphantsi kufuneka izotywe kwisikali esingekho ngaphantsi kwe 1:100, kwaye kufuneka ibonise ungezelelo okanye tshintsho ngokunxulumene nezakhiwo nemihlaba yazo esele zikhona nezixhobo.

(5) Zonke iiplani kufuneka-

- (a) zityikitywe ngumnini nearhente yakhe;
- (b) zizotywe nge inki yamaIndiya kwilineni yokuyila okanye ishicilelwe ngokucacileyo elaphini ngewhile ground;
- (c) zibe nemibala engoluhlobo:-
 - (i) Iplani yebloko: Izakhiwo nemihlaba yazo ecetywayo; bomvu; ezinye isakhiwo esele zikhona: ngwevu okanye ithinti engenambala; izikhala ezingena nto; zingafakwa mbala;
 - (ii) Ezinye iiplani: imibhobho yomoya, imobhobho: luhlaza okwesibhakabhaka; amatanki okugcina, iimpompo, iintambo zemibhobho, oomatshini bokucoca kusetyenziswa amachiza neendlwana zokutshiza: bomvu; isakhiwo apho kuzakugcinwa, setyenziselwa okanye phathwa khona ulwelo olunokutsha: zingafakwa mbala; ezinye izakhiwo esele zikhona apho kudingekayo: ngwevu okanye ithinti engenambala.

(6) Isixa esimiselweyo sesicelo ngasinye sokwamkelwa kweplani okanye iiplani kufuneka sihlawulwe xa singeniswa, xa ithe yamkelwa, loo plani okanye ezo plani kufuneka zibe yimpahla yeBhunga. Ekwamkelweni kweziplani, isaziso esibhaliweyo kufuneka sikhutshwe sinemiqathango ehambelana nale mithetho kamasipala.

(7) Ukwamkelwa kweplani zezakhiwo nemihlaba yazo makungarheshi nakancinci ukwamkelwa koxanduva lwezizakhiwo nemihlaba yazo liBhunga.

Isiqinisekiso sobhaliso lwendawo yogcino

5. (1) Akukho mntu umakagcine, asebenzise okanye aphaathe ulwelo olunokutsha nakuziphi na isakhiwo nemihlaba yazo ngaphezu kwemilinganiselo ekhankanywa ngezantsi.

- (a) Ithinti enokutsha ekudidi A noB – umlinganiselo wama 50/ uwonke;
- (b) Ulwelo olunokutsha olukudidi C – umlinganiselo wama 200/ uwonke,

ngaphandle kokuba umntu lowo unesiqinisekiso sobhaliso oluhambelana nezakhiwo nemihlaba yazo enjalo.

- (2) Akukho siqinisekiso sobhaliso emasikhutshelwe naziphi na isakhiwo nemihlaba yazo yogcino, ukusetyenziswa nokuphathwa kolwelo olunokutsha, ngaphandle kokuba isicelo esibhaliweyo senziwe eBhungeni, sikhutshwa sisixa esimiselweyo kuludwe lwenkqubo iii de

kube amalungiselelo esiSahluko ngokwezizakhiwo nemihlaba yazo alandelwe.

- (3) Esi siqinisekiso singakhutshwa ngokwemiqathango ebonwa ifanelekile liBhunga ijonge imeko ehamba nesicelo ngasinye.
- (4) Esi siqinisekiso kufuneka sixele esona sixa siphezulu sodidi ngalunye lolwelo olunokutsha ekuvumekekileyo ukuba lugcinwe, lusetyenziswe okanye luphathwe, indlela olu lwelu emalugcinwe, lusetyenziswe okanye luphathwa ngayo nenani leempompo, amatanki okugcina nezitori ezivumelekileyo kwezizakhiwo nemihlaba yazo.
- (5) Isiqinisekiso ngasinye esiloluhlobo kufuneka silungele kuphele ixesha eliphela ngomhla wamashumi amathathu ananye kwinyanga yoMnga elandelayo.
- (6) Akukho siqinisekiso ngaphandle kwesihlaziwayo masikhutshelwe nasiphi na isakhiwo nemihlaba yazo de amalungiselelo esahluko sama 41 abe alandelwe nebhunga libe lisamkele isicelo.

Ukunikwa kolwelo olunokutsha

6. Akokho mntu makanike okanye ahambise okanye avumele naluphi na ulwelo olunokutsha ukuba lunikwe okanye luhanjiswa-
 - (a) nakuziphi na izakhiwo nemihlaba yazo ngaphezu kwemilinganiselo emiselweyo kwisahluko 42. Umhlali wezizakhiwo nemihlaba yazo ongenaso isiqinisekiso sobhaliso esikhutshwe ngokwale mithetho kamasipala;
 - (b) nakuziphi na isakhiwo nemihlaba yazo ngaphezu kwesixa esimiselweyo kwisiqinisekiso sobhaliso sezakhiwo ezo.

Ukhululo neemfuneko: ulwelo olunokutsha olukudidi C

7. Ngaphandle kwayo nantoni na equlethwe seiSahluko-
 - (a) makungacingwa ukugcina okanye ukuhambisa okanye ukuthutha ulwelo olunokutsha xa luqulethwe kwitanki yamafutha emoto okanye injini esebenza imile;
 - (b) nabani na angayigcina ivanishi, isikhazimlisi, isamente yokwenza lukhuni okanye ezinye izinto eziloluhlobo ezinokutsha nakwiziphi na isakhiwo nemihlaba yazo apho-
 - (i) ezi zinto ziqulethwe ngokupheleleyo kwizikhongozelo zenkcenkce ezivaliweyo;
 - (ii) kungekho sikhongozelo sivuliweyo kwezizakhiwo nemihlaba yazo ngaphandle kwaphandle okanye esitorini nje ngokuba kusitshiwo kwisahluko sama38;

kodwa:-

- (a) apho i1kl nangaphezulu zalento zigcinwe khona nakwiliphi na igumi okanye isakhwiwo-
- (i) elo gurribi okanye eso sakhiwo kufuneka sakhiwe ngento engenakutsha;
 - (ii) izixhobo zomlilokufuneka zikakelwe ngendlela eyanelis igisa lomlilo eliyiNtloko;
- (b) apho ubuninzi bezi zinto bugqithise nge5 kl, obubuninzi bugqithisileyo kufuneka bugcinwe kwigumbi elilodwa okanye kwisakhiwo esisodwa ezingenakutsha nje ngokuba kutshiwo kwisahlko sama38 kodwa-
- (i) apho ubuninzi obupheleleyo bale nto bungaphezulu kwe25 kl kodwa obu buninzi bungagqithisanga kwi5 kl ngaphezu kwale25 kl obu buninzi bugqithisileyo kufuneka bugcinwe nje ngokuba kulungisiwe kunciphiso (c), apha;
 - (ii) apho ubuninzi obupheleleyo bezi zinto bungaphezulu kwe25 kl obu buninzi bugqithisileyo kufuneka bugcinwe njengokuva kulungiselelwe kunciphiso (c), apha;
- (c) apho eli gumbi okanye esi sakhiwo sibekwe endaweni engaphandle kwendawo echazwe kuludwe lwenkqubo III, i25 kl yazi zinto ingagcinwa egumbini okanye kwisakhiwo esiloluhlobo, emasakhiwe ngendlela yokuba irhangqwe ziindonga okanye iibhandi eziluhlobo apho ezi zinto zigcinwe kweli gumbi okanye esi sakhiwo zingenakuphuma kuyo, ukuze ezindonga okanye iibhandi zibe nombilini owaneleyo ukufaka hayi ngaphantsi komyinge wama75 ekhulwini bobona buninzi obunokugcinwa apho.

Xa iiplani ziphuthe kanye

8. ismkelo sazo nasiphi na iiplani esenziwe liBhunga phantsi kwesahluko sama41 kufuneka siphuthe kanye kuba amalungiselelo esiSahluko akalandelwanga ungaphelanga unyaka omnye emva kosuku lwesi samkelo.

Imiqathango yesiqinisekiso sobhaliso

9. (1) akukho mntu makagcine, asebenzise, okanye avumele ukugcinwa, ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kuzo naziphi na isakhiwo nemihlaba yazo-
- (a) nabuphi na ubuninzi bolwelo olunokutsha obugqithisileyo kwisixa esixelwe kwisiqinisekiso sobhaliso sezizakhiwo nemihlaba yazo;
 - (b) naluphi na ulwelo olunokutsha ngaphandle kolo didi lukhankanywe kwisiqinisekiso sobhaliso sezizakhiwo nemihlaba yazo;
 - (c) naluphi na ulwelo olunokutsha ulukwisimo esingesiso esixelwe kwisiqinisekiso sobhaliso sezizakhiwo nemihlaba yazo;

- (d) inani elingaphezulu leempompo, amatanki okugcina okanye izitori kweli likhankanywe kwisiqinisekiso sobhaliso sezizakhiwo nemihlaba yazo.

(2) Nabani na onesiqinisekiso sobhaliso esisemthathweni angabhala isicelo sokulungisa ubuninzi obupheleleyo okaye udidi okanye isimo solwelo olunokutsha esiya eBhungeni kwesi siqinisekiso. IBhunga linganika esisicelo kuphela xa olu lungiso lucetywayo luhambelana namalungiselelo esi Sahluko. Apho iBhunga linikezele khona isicelo esiloluhlobo, loo mntu kufuneka anikezele ngesiqinisekiso sobhaliso kwiBhunga kuzokulungiswa.

Ukuboniswa weSiqinisekiso soBhaliso

10. Umntu ngamnye okhutshelwe isiqinisekiso kufuneka enze okokuba esi siqinisekiso sixhonywe kwaye sihlale endaweni ebonakalayo kwezo zakhiwo nemihlaba yazo ibhalisiweyo. Esi siqinisekiso kufuneka sigcinwe kule ndawo maxa onke sikwi simo esifundekayo.

Ukuhlaziywa kweSiqinisekiso soBhaliso

11. Isicelo sokuhlaziywa kwesiqinisekiso sobhaliso kufuneka senziwe ungafikanga umhla wokuqala kweyoMnga kunyaka ophambi kwalo olu hlaziyo lufuneka ngawo, lwenzuwa kwifom ekhutshwa liBhunga kwaye kufuneka sikhathshwe ngumrhumo omiselweyo kuludwe lwenkqubo III . Iplani zezizakhiwo nemihlaba yazo azidingeki xa kuhlaziywa isiqinisekiso sobhaliso nje ngoko kusitshiwo kwisahluko 41, ngaphandle kokuba zifunwe liBhunga.

Utshintsho lweSiqinisekiso soBhaliso

12. (1) Isiqinisekiso sobhaliso singatshintshelwa komnye umntu.

(2) Umntu oyila olu tshintso kufuneka enze isicelo esibhaliweyo kwiBhunga kwifom eliyikhuphela oku. Esi sicelo kufuneka sikhathshwe ngumrhumo omiselwe kuludwe lwenkqubo III, kunye nesisiqinisekiso sobhaliso sezizakhiwo nemihlaba yazo olutshintsho lufunelwa zona.

(3) Akukho siqinisekiso sobhaliso emasitshintshwe sisuka kwesinye isakhiwo nomhlaba waso sisiya kwesinye.

Ugcino Lokwexeshana

13. (1) IBhunga lingakhulula, ngokubhaliweyo, kumalungiselelo esahluko 42 ngokwexesha elibona kufanelekile nabani na onomnqweno wokugcina hayi ngaphezulu kwe 200 l yolwelo olunokutsha olukuDidi A noB okanye hayi ngaphezulu kwe 500 l yolwelo olunokutsha olukuDidi C ezidingeka ngokunxulumene noluphi na ugrumbo, ulwakhiwo okanye ukwenziwa kwendlela okanye nawuphi na omnye umsebenzi onjalo ongowe xeshana: kodwa-

- (a) isicelo singeniswa sibhaliwe eBhungeni kwifom efaneka kulo;

- (b) amalungiselelo afanelekileyo enziwe ukurhangqa isikhongozelo ezinolulwelo olunokutsha ngeendonga okanye iibhandi ezenziwe ngendlela yokuba olu lwelo olunokutsha lungaphumi kwezindonga okanye iibhandi xa kunokuthi kubekho umlilo okanye nokuba kunge nxa yantoni;
- (c) kubekho isicimi-mlilo nokuba sinye esisebenzayo somchiza oluhlobo olungumgubo owomileyo nje ngokuba kusitshiwo kwisahluko 63.
- (2) nawuphi na umntu okhululweyo ngokwesi sahluko makaqinisekise ukuba ngalo lonke ixesha-
- (a) amanyathelo afikelelekayo okuvikela umlilo, idangatye, okanye ezinye izinto ezingavuthiza ulwelo olunokutsha okanye into engasondeza umophu wolwelo olunokutsha nolulwelo olunokutsha okanye umophu walo athatyathiwe;
- (b) olu lwelo olunokutsha alubekwanga kumgama ongaphantsi kwe 4,5m yendawo yokhuselelo okanye indawo kawonke-wonke yokunqumla;
- (c) amalungiselelo emihlathi (a) no (b) esahlukwana (1) aqwalaselwe.

Ukufakelwa noKumiswa

14. (1) Ngokukhawuleza emva kokufakelwa kwayo nayiphi na impompo, itanki yokugcina, isixhobo sokugcwalisa, igumbi lokucoca kusetyenziswa amachiza, isitori, igumbi lokutshiza okanye ezinye isakhiwo nemihlaba yazo enjongo yazo ilugcino, ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kolwelo olunokutsha kugqityiwe, umntu ohlala kuloo ndawo uzakwazisa iBhunga, ngokubhaliweyo kwifom efumaneka kulo, ngosuku umsebenzi lowo uyakulungela ukuhlolwa.

(2) Akukho mntu umaka sebenzise, okanye enze okanye avumele ukusetyenziswa kwempompo, itanki yokugcina, isixhobo sokugcwalisa, igumbi lokucoca kusetyenziswa amachiza, isitori, igumbi lokutshizela okanye nasiphi na ezinye isakhiwo nomhlaba waso ngenjongo zokugcina, ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kolwelo olunokutsha de abe loo mntu unesiqinisekiso sobhaliso sokwenza oku.

Ukwengezwa nokuguqulwa kwezakhiwo nemihlaba yazo ezibhalisiweyo

15. (1) Akukho kwengezwa okanye nguqulo kunokwenziwa nakuziphi na isakhiwo nemihlaba yazo else zikhona ezibhalisiweyo ngaphandle kokuba nade kube iplani yezizakhiwo sele zikhona kunye nalo msebenzi ucetywayo zifakiwe eBhungeni zaza zamkelwa lilo ngokubhaliweyo.

(2) Lo plani kufuneka ihambelane namalungiselelo akwisahluko sama 41.

Ukususwa nokuQhaqhwa

16. (1) Nabani na osusa okanyw owenza okanye onika imvume yokuba kususwe nayiphi na impompo, itanki yokugcina okanye isixhobo sokugcwalisa kuzo nasiphi na

isakhiwo nemihlaba yazo ezibhalisiweyo ngaphandle kwasendaweni yokugcina isambuku kufuneka azise ngokubhaliweyo iBhunga kwifom efumaneka kulo ngokukususa.

(2) Ukususwa kwayo nayiphi na impompo, itanki yokugcina, okanye isixhobo sokugcwalisa sizakusicima isiqinisekiso sobhaliso nalo naliphi na igunya kuquka ukukhululwa okunikezwe phantsi kwesi Sahluko salompompo, itanki okanye isixhobo sokugcwalisa, kuxhomekeke ukuba yeyiphi kwezo, kwaye akukho mpompo, itanki yokugcina, okanye isixhobo sokugcwalisa maziphinde zimiswe kweso siza ngaphandle kokuba nade kube kufunyenwe isiqinisekiso sobhaliso esitsha ngokwendlela elungiselelwe kesi Sahluko, kodwa olulungiselelo malungasetyenziswa kwisithuba sempompo, itanki yokugcina okanye isixhobo sokugcwalisa ezisuswe okwethutyana kuba ziyokulungiswa.

Ugcino, ukusetyenziswa nokuphathwa kwizakhiwo nemihlaba yazo ezighalisiweyo okungavumelekanga kwiimeko esithile

17. Ngaphandle kokuba kulungiselelwe kwesi Sahluko, akukho mntu umakagcine, asebenzise okanye aphaathe, okanye avumele okanye enze ukuba kugcinwe, kusetyenziswa okanye kuphathwe naluphi na ulwelo olunokutsha nakuziphi na isakhiwo nemihlaba yazo ezibhalisiweyo-

- (a) apho olu lwelo lunokutsha okanye umophu walo ludibana okanye lunga dibana nomlilo, idangatya okanye ilitha elingakhuselwanga okanye nasiphi na isenzi esinga basa olu lwelo lunokutsha okanye umophu walo;
- (b) ngaphandle kokuba ezizakhiwo nemihlaba yazo imi okanye yakhiwe okanye ikhuselwe ziindonga ezizirhangqileyo ezenza ukuba ezinye isakhiwo nemihlaba yazo ezoyamene nazo, amaphahla, isakhiwo okanye impahla ingabikho semngciphekweni wokutsha;
- (c) imi ngendlela enganqandi okanye ethintela mntu okanye isilwanyana ukuba aphume xa kungakho umlilo nayo natnoni na engenye;
- (d) ngaphandle kokuba zonke izixhobo zogcino, ukusetyenziswa nokuphathwa kolwelo olunokutsha esisetyenziswa kulondawo zigcinwa zikwisimo esihle kwaye zingavuzi lulwelo olunokutsha;
- (e) ngaphandle kokuba loo mntu uthathe onke amanyathelo afanelekileyo okuthintela iingozi zomlilo okanye ugqabhuko-dubulo kuloo ndawo kwanawokuthintela abantu abangenagunya lokungena apho ukuba bakwazi ukufikelela kulwelo olunokutsha olugcinwe apho.

Ukwalelwa kweZenzo ethile

18. Akukho nabani na ogcina, osebenzisa okanye ophatha okanye owenza okanye ovumela ukugcinwa, ukusetyenziswa, okanye ukuphathwa kwalo naluphi na ulwelo olunokutsha nakweziphi na isakhiwo nemihlaba yazo omakenze okanye avumele

ukwenziwa kwezenzo edla ngoku okanye engenza kubekho umlilo okanye ugqabhuko-dubulo.

Isaziso sokuyekisa indlela enobungozi

19. (1) Apho kuthe xa kuhlolwa nasiphi na isakhiwo nemihlaba yazo kwafunyaniswa ukuba kukho indlela yocino, ukusetyenziswa, ukuthuthwa okanye ukuphathwa kolwelo olunokutsha enxamnye namalungiselelo esi Sahluko okanye ekubalelwa ukuba ingaba nobungozi kukhuseleko loluntu okanye lomntu oqeshwe kuloo ndawo, naliphi na igosa leBhunga elinegunya lingafuna ukupheliswa kwale ndlela olukhawulezileyo okanye ukususwa kolo lwelo lunokutsha lusiwe endaweni ekhuselekileyo yokulugcina.

(2) Nabani na owohlulekayo kukuhambelana nemiyalelo walo naliphi na igosa leBhunga eligunyazisiweyo elikhutshwe phantsi kwesi sahluko makabe netyala phantsi kwale mithetho kaMasipala.

Ulwelo olunokutsha oluphumela emiseleni

20. Akukho mntu umakenze ukuba okanye avumela ulwelo olunokutsha ukuba lungene nakwiwuphi na umjelo ophantsi komhlaba ohambisa amanzi amdaka, okanye ltheku lamanzi, okanye umsele onxibelelana nawo nawuphi na umjelo okanye umsele ohamba amanzi mgaphezu komhlaba.

Ukwalelwa kwezixhobo neempompo kumagumbi angaphantsi kwesakhiwo

21. Akukho mntuumakasebenzise, okanye enze okanye avumele ukusetyenziswa kwesixhobo sokutshiza ulwelo olunokutsha okanye nayiphi na impompo okanye ezinye isixhobo kumagumbi angaphantsi kwesakhiwo ukutshintshela ulwelo olunokutsha ezithuthini okanye kwizikhongozelo.

linkqubo zokugcwalisa

22. (1) Akukho mntu , ngaphandle kweendawo zokugcina isambuku, omaka tshintshela naluphi na ulwelo olunokutsha ukuya okanye ukusuka kwinqwelo enetanki, ngaphandle kokuba olu tshintsho luhlebo, kwaye kwisithuba sale nqwelo ibe injini yayo icinyiwe.

(2) Ukugalelwa ngokutsha kwamafutha kwinqwelo-moya esitishini seenqwelo-moya okanye kwindawo yokuma kungenziwa ukusuka kwinqwelo enetanki exhotyiswe ngempompo epasisiweyo kodwa injini okanye iinjini zaloo nqwelo-moya kufuneka zicinywe.

Ukugcwaliselwa kuyo okanye Phesheya kweendledlana zeenyawo zikaWonke-wonke

23. Akukho mntu umaka-

(a) se kuyo okanye phesheya kweendledlana zeenyawo kawonke-wonke okanye enze ukuba okanye avume kusiwe kwe ithumbu lombhobho khon'ukuze kuzaliswe kwakhona izithuthi okanye isikhongozelo ngolwelo olunokutsha;

- (b) zalise kwakhona okanye enze ukuba okanye avume kuzaliswe kwakhona nasiphi na izithuthi okanye isikhongozelo ezime kwipevamente kawonke-wonke.

Ukuzaliswa kwakhona kwamatanki ezibaso

24. Akukho mntu umaka-

- (a) endaweni ebhalisiweyo qhwithe imatshisi okanye atshaye inqawa, isiga okanye isigarethi okanye abase idoshi yepetroli okanye into ebasayo okanye asondele nomlilo, idangatya okanye isibane esingakhuselwanga okanye ezinye isenzi esingabasa ulwelo olunokutsha okanye umophu walo kungama ongange 3m wayo nayiphi na itanki yezibaso okanye inqwelo ngethuba le tanki igcwaliswayo okanye ivuliwe;
- (b) zalise okanye avume kuzaliswe ngokutsha itanki yezibaso injini yaloo nqwelo ingacinywanga.

Ukuzaliswa ngokutsha kwezithuthi zikawonke-wonke

25. Akukho mntu umaka zalise ngokutsha okanye enze ukuba okanye avume kuzaliswe ngokutsha itanki yaso nasiphi na isithuthi sikawonke-wonke okanye aphaathe okanye enze ku okanye avume kuphathwe ulwelo olunokutsha kwisithuthi sikawonke-wonke, ngaphandle kwasetankini yezibaso yaso ngethuba kukho umntu ongenguye umqhubi okanye umntu osijongileyo kwisithuthi eso.

Izixhobo zomlilo

26. (1) Ngaphandle kokuba kulungiselelwe ngakumbi kwesi Sahluko, umntu okhutshelwe isiqinisekiso sobhaliso ngokwesi sahluko kufuneka afakele okanye enze ukuba kufakelwe izicimi-mlilo nee-emele zomlilo kwindawo efikeleleka lula kwaye ebonakalayo engekho ngaphantsi komgangatho oyi1m ukusuka phantsi kuzo zonke isakhiwo nemihlaba yazo esijoliswe kuso isiqinisekiso eso ngokwesikali esilandelayo-

- (a) ngokwetanki ngalinye okanye isitori ngasinye kweso sakhiwo kufuneka kufakwe izicimi-mlilo ezimbini eziluhlobo lomgubo owomileyo nee-emele zamanzi ezimbini kodwa hayi ngaphezulu kwezicimi-mlilo ezintathu nee-emele ezi6(ntandathu) kulo ndawo.
- (b) Ngegunbi ngalinye lokucoca kusetyenziswa amachiza kuloo ndawo izicimi-mlilo ezintathu eziluhlobo lomgubo owomileyo neziemele ezimbini.
- (c) Ngegumbi ngalinye lokutshizela izicimi-mlilo ezimbini eziluhlobo lomgubo owomileyo neziemele ezimbini.

- (2) Ezi zicimi-mlilo kufukneka zibe zezamachiza asebenzayo, inye ibezikilogram ezili9 kodwa apho igosa lomlilo eliyiNtloko libona khona ukuba izicimi-mlilo eziluhlobo lomgubo

owomileyo azizukuwenza kakuhle umsebenzi, kufuneka livumele ukufakelwa kolunye uhlobo lwezicimi-mlilo ulusebenzayo.

(3) Ezi emele zomlilo kufuneka zibe zezncenkce zibe ziilitha ezili10 zipeyintwe bomvu zibe nombhalo othi "umlilo" opeyintwe mhlophe ohlal ucacile zigcwaliswe ngesanti.

(4) Apho kufuneka kufakelwe isicimi-mlilo samachiza ngokwesi sahluko, eso sicimi-mlilo kufuneka sibe sisitye okanye isixhobo esenziwe saba sisixhobo somlilo apho uxinzelelo oludingekayo lokukhupha ulwelo okanye into yokucima iziphumela ngokwayo ngesenzo sechiza kwaye kufuneka ikwazi ukumelana novavanyo loxinzelelo lwehidrati olungaphakathi oluyi 2 068 KM/m² (20, 68 bar), xinzelelo olo emalugcinwe imizuzu emihlanu kungekho kuvuza okanye kujijwa.

(5) Umntu onikwe isiqinisekiso sobhaliso, iphepha imvume legumbi lokutshizela, okanye iphepha mvume lokuthutha ngokwesi sahluko, kufuneka agcine ngalo lonke ixesha kuloo ndawo okanye kwisithuthi esijolise kuso isiqinisekiso eso okanye iphepha mvume leyo-

(a) zonke izicimi-mlilo, ii-emele, izixhobo nee-alam ngokuhambelana namalungiselelo esi sahluko; kwaye

(b) zonke ezi zixhobo kufuneka zibe kwisimo esihle kwaye zilungele ususetyenziswa ngokukhawuleza.

Uphononongo lwezicimi-mlilo

27. (1) Ngokwesi sahluko izicimi-mlilo zamachiza, izixhobo zokulwa umlilo, i-alam yomlilo kufuneka ziphononongwe kanye qho kwinyanga ezi12 ngabenzi bazo okanye umntu osegunyeni obameleyo okanye omnye umntu olungele ukwenza oko.

(2) Isicimi-mlilo, isixhobo ngasinye ne-alam nganye kufuneka ibe nelebhile apho umntu ophononongayo azakubhala khona igama lakhe, usuku lophononongo nemeko, ngoko luvo lwakhe, esikuyo isicimi-mlilo, isixhobo ne-alam ngolo suku.

Ukuxelwa kweengozi

28. Umntu ohlala kwisakhiwo esithe saba nomlilo okanye ingozi ebandakanya ulwelo olunokutsha eyenzeke ngokudibaniselene nesi sakhiwo, apho lo mlilo okanye le ngozi ithe yazeka ukonakala kwempahla okanye ukulimala komntu kufuneka axele oku kwiBhodi kwangoko.

Imithetho emayiqwalaselwe kwizakhiwo nemihlaba yazo engabhaliswanga

29. (1) Akokho mntu umakagcine, asebenzise, okanye apha the okanye enze ukuba okanye avumele ukugcinwa, ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kwalo naluphi na ulwelo olunokutsha kwisakhiwo esingabhaliswanga ngaphandle kokuba olo lwelo olunokutsha lugcinwa, lusetyenziswa okanye luphathwa apho okanye ngendlela apho-

(a) kungekho lulwelo olunokutsha okanye mophu walo olungadibana nomlilo, idangatye okanye isibane esingakhuselwanga okanye ezinye isenzi esingabasa olo lwelo okanye umophu walo;

(b) xa kungakho umlilo ukubaleka kwabantu nezilwanyana kungenaku thintelwa okanye lunqandwe.

(2) Akukho mntu umakasebenzise okanye aphaathe okanye enze ku okanye avumele ukusetyenziswa okanye ukuphathwa kolwelo olunokutsha kwisakhiwo esingabhaliswanga, ngaphandle kwasendaweni efanelekileyo phandle khon'ukuze umsi ukwazi ukuphoncuka lula, okanye egumbini elinendawo eyaneleyo yokukhupha umsi ithintele ngokwanelisayo ukufumbeka kwawo apho ngaphakathi.

(3) Kwizakhiwo ezingabhaliswanga, ulwelo olunokutsha malugcinwe kwisikhongozelo esilingeneyo emasigcinwe sivalisisiwe xa lungasetyenziswa.

Ukuhlolwa kwezakhiwo nemihlaba yazo

30. (1) Igosa elisemagunyeni leBhunga lingathi nangasiphi na isizathu esinxulumelene nesi sahluko ngokwamalungiselelo esahluko sama72 oMthetho kaRhulumente waseMkhaya, 1939, angene nakwisiphi na isakhiwo enze uphononongo abona lufanelekile.

(2) Umnini okanye umhlali okanye xa engekho kwisakhiwo nabani na oqeshwe apho makathi ngokwemfuno yegosa eligunyazisiweyo exile ubukho balo naluphi na ulwelo olunokutsha kwesoo sakhiwo kwaye aphenule yonke imibuzo emalunga nokulandelwa kwesi sahluko okanye nawuphi na umqathango onxibelelene nesiqinisekiso sobhaliso.

Ukuthathwa kweesampulu

31. Ekuhloleni kwaso nasiphi isakhiwo nemihlaba yazo ligosa egigunyazisiweyo leBhunga eli gosa linga thatha iisampulu ngenjongo yokuhlahlela okanye ukuphonononga naluphi na ulwelo olunokutsha okanye into okanye ekwesoo sakhiwo ukuba ulwelo okanye into inokutsha kusini na kodwa:-

(a) kwasampulu ethathwayo kufuneka ithathwe ekhona umnini okanye umhlali okanye omnye umntu ophetheyo;

(b) umnini, umhlali okanye omnye umntu ophetheyo angadinga ukuba elo lungu okanye isithunywa sithetha loo sampulu siyahlule kubini iyimakishe iyivale iyithumele kuye.

Ukwaphulwa kwemiqathango

32. Nabani na owophula nawuphi na umqathango opasiswe kwisaziso solwamkelo ngokwe sahlukwana (6) sesahluko 41 okanye kisiqinisekiso sobhaliso makabe netyala phantsi kwale mithetho kamasipala.

AMATANKI OKUGCINA, IIMPOMPO, INDLELA ZEMIBHOBHO NEZIKHONGOZELO**Umbilini wamatanki aphantsi komhlaba**

33. Umbilini wayo nayiphi na itanki yokugcina yaphantsi komhlaba mayingayigqithi i23 kl.

Ukwakhiwa kwamatanki

34. (1) Itanki ngalinye lokugcina malakhiwe ngesinyithi, intsimbi eyomeleleyo okanye enye ipleiyi yesinyithi eyomelele ngokwaneleyo idityaniswe ngesikhonkwane sokudibanisa iintsimbi, itywinwe, okanye ikhusekeke ngenye indlela eyanelisayo.

(2) umphezulu namacala ale tanki makaxhaswe aqiniswe ngendlela ethe nkqo, izixhasi, izinyithi zee-engile namaqhina ngokombilini, ukuqaphela ukumila, nendawo eyakhiwe kuyo itanki kungabaluleka ukuze ibonakale ilungele umsebenzi eyenzelwe wona.

(3) Ikroba ngalinye elikwitanki yokugcina yaphantsi komhlaba, ngaphandle kwentunja yombhobho mayivalisiswe ngesiciko, isogqumo, itphu okanye isivalo.

(4) Yonke imibhobho ngaphandle kwentunja yombhobho exokonyezelwe kwitanki yokugcina ephantsi komhlaba mayisiwe ezantsi kangange 1000mm kumazantsi etanki.

(5) Itanki ngenye yokugcina engaphezu komhlaba mayibe nendlela yokukhupha umoya eyaneleyo khon'ukuze kuthinteleke uxinzelelo olugqithisileyo lwangaphakathi.

(6) Itanki yokugcina ngenye mayigcinwe ngalo lonke ixrsha ngokwamalungiselelo esi sahluko.

Ukumiselwa kwamatanki okugcina

35. (1) Itanki ngalinye lokugcina langaphantsi mali-

(a) miselwe ngendlela apho umphezulu wetanki ungabikho ngaphantsi kwe600mm ngaphantsi komgangatho orhangqileyo ngaphantsi, okanye igqunywe yisamente okaye unhlaba okanye Isanti engekho ngaphantsi kwe150mm.

(b) fakwe kummiselo owomeleleyo irhangqwe yonke ngomhlaba okanye Isanti ethambileyo egqubuthelwe esamenteni.

(c) gqunywe ngesamente eyomelele ngakwaneleyo kuzo zonke iindawo apho izithuthi zigqitha khona phezu kwalo, ngaphandle kwaso nasiphi na isikroba sombhobho oyintloko;

(d) miswe phakathi kwemida yokwakhiwa kwezakhiwo nemihlaba yazo ezo;

(e) apho eli tanki lakhiwe kwi okanye kwisithuba somgama we2m wawo nawaphi na amagumbi angaphantsi kwesakhiwo, limiselwe kwigumbi lesamente elingekho ngaphantsi kwama 150mm ubukhulu okanye eziteneni ezingekho ngaphantsi kwama 225mm ubukhulu ehlaliswe edakeni lwesamante

nezikhala ezikulo mngxunya orhangqe itanki zigcwaliswe qhu ngomhlaba okanye isanti,

kodwa amalungiselelo esi sahluko makangachaphazeli nayiphi na idawo yokugcina isambuku.

(2) Amatanki okugcina angaphezu komhlaba makakhiwe kwiinawo zokugcina isambuku kuphela.

Ukungeniswa/ ukutshwa komoya ematankini okugcina aphantsi komhlaba

36. Itanki ngalinye lokugcina laphantsi komhlaba malibe nonbhobho wokungenisa/khupha umoya ongekho npaphezulu kwana50mm enesinqumla-sangqa sangaphakathi esingekho ngaphantsi kwama25mm, mbhobho lowo o:-

- (a) mawuphakanyiselwe emoyeni ngomphakamo ogekho ngaphantsi kwe 4m;
- (b) siphelo sawo esisemantla masi khuselwe yasuyasu locingo elingadlekiyo elingekho ngaphantsi kwesinye sesigidi seemiitha ezingama600 ekhuseleke ngendlela apho iyasutasu elingakhutshelwa uphononongo nokucocwa;
- (c) mawuphele ubuncikane i6m kude nawo nawuphi na umlilo, idangatya, isibane esingakhuselwanga okanye ezinye isenzi esingavuthisa ulwelo olunokutsha okanye umophu walo.

Ukumiselwa kwamatanki okugcina kwizakhiwo

37. Akukho tanki lokugcina emalimiselwe phakathi okanye ngaphantsi kwaso nasiophi na isakhiwo esinemigangatho engaphezulu kwesinye, ngaphandle kokuba eli tanki lakhiwe ngesamente eyomeleziweyo.

Amatanki alahliweyo

38. Ukuba kuthe kwakhona itanki lokugcina langaphantsi eli lahliweyo, umnini welo tanki makenze okokuba lisuswe okanye lizaliswe ngesanti okanye isamente elulwelo.

Ukungenwa kwamatanki okugcina

39. Akukho mntu umaka-

- (a) ngene, enze ukuba okanye avumele nabani na ukuba angene etankini lokugcina elalinolwelo olunokutsha de libe elotanki lisuswe wonke umophu wolo lwelo ngokupheleleyo, ngaphandle kokuba loo mntu unxibe isigqubuthelo sokuzithintela kwigesu esanelisayo.
- (b) ngene kwitanti lokugcina nanini na ngaphandle kokuba ubotshelwe entanjeni elawulwa ngumntu osoloko enoxanduva lokugada ukuphepha kwaloo mntu ukwelo tanki lokugcina.

Iindawo zokumisa iimpompo

40. (1) Akukho mpompo okanye ezinye isixhobo esisetyenziselwa okanye enjongo yaso ikukusetyenziselwa ukukhuphela okanye ukutshinthela ulwelo olunokutsha kuso nasiphi na isithuthi emazimiswe ngaphandle komda wokwakhiwa kwazo naziphi na izakhiwo nemihlaba yazo okanye kumgama ongange 4m kwayo nayiphi na indawo yokungena okanye yokuphuma yesakhiwo esoyamene nayo nayiphi na indawo kawonke-wonke kodwa-

(a) apho loo ndawo yokungena okanye yokuphuma isekelwe kude naloo ndawo kawonke-wonke isixhobo sokumpompa masimiwe kumgama ongekho ngaphantsi kwe 4m ukusuka kuloo ndawo kawonke-wonke.

(b) akho mpompo okanye sixhobo ziloluhlobo mazimiswe endaweni apho umbhobho ungasetyenziselwa khona ukutshintshela ulwelo olunokutsha kwi okanye phesheya kwendawo kawonke-wonke.

(2) Ezi zinto ziqulethwe kwisahlukko 40, isahlukwana (1) masingasetyenziswa kwiimpompo okanye izixhobo zokugcwalisa esele zikwizakhiwo nemihlaba yazo ngexesha lokuqisa kokusebenza kwale mithetho kaMasipala, kwizithuba apho kubekho utshintsho lwempatho okanye ubumnini, ngaphandle kokuba le ndawo ikuyo le mpompo okanye isixhobo sokugcwalisa senza okanye singadala ingozi okanye isiphithikezo kuwonke-wonke okanye izithuthi.

Iimpompo ezikwiirempu

41. Iimpompo okanye ezinye izixhobo ezisetyenziselwa okanye enjongo yazo ikukusetyenziselwa ukukhutshelwa kolwelo olunokutsha ezimotweni okanye kwizikhongozelo mazingamiswa erempini okanye kumgama ongange 4m ekuqalakeni kwerempu.

Ukunxuzwa ezirempini

42. Amakhuni okunxuzwa makokhive ngeenkuni okanye ngexina okanye ngesinye isinyithi esingeyontsimbi okanye umxube wezinyithi.

Imibhobho yempompo

43. Ukuhanjiswa kolwelo olunokutsha lusiswa nakweyiphi na impompo lusiya kwitanki zibasi lyaso nasiphi na isithuthi makwenziwe kuphela kusetyenziswa umbhobho ofanelekileyo ibenocingo olukhuseleyo ekwakhiweni kwawo eluncanyathiselwe kakuhle kwisinyithi sethumbu nasemlonyeni wayo wesinyithi. Ngaphandle kwase sitishini senqwelo-moya okanye endaweni yokuma iinqwelo-moya akukho thumbu elincanyathiselwe kulempompo maligqithe i 4.5m ngobude ikalwe ukusuka kwimpompo ukuya encamini yomlomo wesinyithi.

Ukumiswa kwezixhobo zokuzalisa neempompo

44. Itheku ngalinye lempompo yokuzalisa nempompo ngenye mayibe-

(a) kumgangatho ongaphandle;

- (b) fakwe ngendlela engazukuvikela mntu okanye isilwanyana ukuba sibaleke ukuba kungakho umlilo;
- (c) miswe okanye ikhuselwe ziindonga ezirhangqileyo ngendlela engaveza impahla eyamileyo emngciphekweni wengozi yomlilo xakuzaliswa.

Izibane ezingakhuselwanga nezixhobo zombane

45. (1) Akukho mntu umakafakele okanye ase okanye enze ukuba okanye avume kufakwe okanye kusiwe kwamlilo, idangatye, isibane esingakhuselwanga okanye ezinye isenzi esingabasa ulwelo olunokutsha okanye umophu walo, ngaphandlekwesibane sombane esigqangazayo esingumgama we 3m wempompo yolwelo olunokutsha;
- (2) Akukho mntu umaka beke okanye enze ukuba okanye avume ukuba kubekwe isixhobo sokucima nokuvula umbane, isixhobo sokuvula nokucima, isipoponi somlilo, injini okanye isixhobo esingokhiwanga ngento engatshiyo;
- (3) Umxokelelwano weengcingo zombane phakathi kwebhodi yokwahlukana okanye ibhokisi yesiphambuka nempompomayibe, apho kwazekayo, bubude bocingo obuqhubekayo: Kodwa kuphela xa apho le nto inganakho ukwenzeka kuzakusetyenziswa ibhokisi yesiphambuka engatshiyo.

Ukugcinwa kwamatanki, iindlela zemibhobho neempompo

46. (1) Onke amatanki, iindlela zemibhobho, iimpompo, oomatshini, izixhobo ezifakelweyo, nezinye izinto ezihamba nezinye zokugcina, ukusetyenziswa nokuphathwa kolwelo olunokutsha ma:-
- (a) zakhiwe ngendlela efanelekileyo neyiyo;
 - (b) zifakelwe zincanyathiselwe ngendlela ezakwenza ukuba zingabi sesichengeni sokonakala;
 - (c) zikhuselwe ngokwanelisayo embaneni;
 - (d) zingavuzi lulwelo lunokutsha, nalapho kwazekayo, zingavuzi mophu wolwelo olunokutsha ngaphandle kwangombhobho wokukhupha nokungenisa umoya;
 - (e) zigcinwe zikwisimo esihle nesisiso kwaye ngamaxa onke zihambelane namalungiselelo esi sahluko.
- (2) Zonke iindlela zeempompo mazibe kumgangatho ongaphantsi komhlaba kwi engile esekunene komgca wokwakhiwa xa inqumla ipavmente kawonke-wonke.

- (3) Lonke unxibelelwano lombane oludingekayo ngokwesi sahluko maluphononongwe ngumntu olungele ukwenza oku omakabhale indlela olusebenza ngayo nemeko elukuyo unxibelelwano olo, igama nedilesi zakhe, nosuku lophoonongo kwincwadi yengxelo ekhutshwa numntu ohlala kuloo ndawo egcinelwe lo msebenzi kuphela kanye qho emva kweenyanga ezingama12. Zonke ezingenisomazityikitywe nguloo mntu kwaye kufuneka zihlale zifumaneka khon'ukuze zihlolwe lilo naliphi na igosa eligunyazisiweyo leBhunga.

Ulwakhiwo lwezikhongozelo eziphathekayo

47. Akukho mntu umaka gcine okanye athuthe onye avumele ukuba kugcinwe okanye kuthuthelwe kwisikhongozelo esinye naluphi na ulwelo olunokutsha ulukuDidi A okanye kuDidi B olububuninzi obungaphezulu kwama 50l ngaphandle kokuba eso sikhongozelo sakhiwe ngesinyithi esingekho ngaphantsi kwe 1.60mm ubukhulu.

Ukuzaliswa kwezikhongozelo

48. Akokho mntu umaka phathe okanye enze ukuba okanye avumele ukuphathwa kurhwebo, ishishini, okanye kumsebenzi wokuzaliswa kwezikhongozelo ngoDidi A okanye B lolwelo olunokutsha ngaphandle kwase sakhiweni esingaenakutsha esiketeyenziselwa oku, okanye kumgama ongekho ngaphantsi kwe16m ukusuka nakuwuphi na umlilo, idangatya, isibane esingakhuselwanga okanye nasiphi na isenzi esingavuthisa ulwelo olunokutsha okanye umophu walo.

Ubuninzi obungahlala kwisikhongozelo

49. Akukho sikhongozelo emasizaliswe ngolwelo olunokutsha ukuya ngaphezulu komyinge we95 ekhulwini kunoko imelwe kukukuqulatha.

Izikhongozela emva kokuhambisa

50. Akukho mntu othutha ulwelo olunokutsha ngesikhongozelo olungaphezulu kornlinganiselo oxelwa kwisahluko sama42 okanye phantsi kweemeko zocino lwexeshana ezilungiselelwe kwisahluko sama50 makenze ukuba okanye avumele ezi zikhongozelo ukuba zihlale zingagadwanga nakweyiphi na indawo engesiso isitori okanye itanki lokugcina ithuba elide kunelo lidingekayo, thuba elo, naphantsi kwazo naziphi na iimeko, enalingagqithi kwiiyure ezili12.

Ugcino lwezikhongozelo ezingaphethanga nto

51. (1) Akukho mntu umakabeke isikhongozelo esingaphethanga nto okanye enze ukuba okanye evumele ukuba isikhongozelo esingaphethanga nto sibekwe nakwiziphi na izakhiwo nemihlaba yazo ngaphandle kwasesitorini: Kuphela xa:-
- (a) eso sikhongozelo singagcinwa phandle kumgama ongekho ngaphantsi kwe6m ukusuka emlilweni, edangatyeni, esibaneni esingakhuselwanga okanye kwesinye isenzi esingavuthisa ulwelo olunokutsha okanye umophu walo;

(b) kungekho mntu umakene ukuba okanye avumele izikhongozelo ezingaphethanga nto ukuba zihlale kwiindawo zikawonke-wonke;

(2) Isikhongozelo ngasinye esigcinwe ngoluhlobo masivalwe gingci ngesivingco okanye ngesinye isivalo esifanelekileyo maxa onke.

Ukugcinwa kwezikhongozelo

52. Akukho mntu umaka lungise okanye avume kulingiswe nasiphi na isikhongozelo de kube lonke ulwelo olunokutsha nomophu walo zisusiwe kweso sikhongozelo.

Ukuphawulwa kwezikhongozelo

53. Akukho mntu unaka nike okanye ahambise nakubani na uDidi A okanye B lolwelo olunokutsha nakwisiphi na isikhongozelo esingaphantsi kwe 200l, ngaphandle kokuba eso sikhongozelo sinombhalo othi: 'inokutsha' ocace gca obhalwe ngelwimi zombini ezivumelekileyo.

54. Isiqinisekiso sobhaliso esikhutshilwe nasiphi na isitori kufuneka sixele udidi nomlinganiselo ongowona umkhulu wolwelo olunokutsha ekuvumeleke ukuba lugcinwe kweso sitori ngexesha.

Isaziso sengozi esitorini

55. Akukho mntu umaka sebenzise okanye enze ukuba okanye avumele ukusetyenziswa kwaso nasiphi na isitori solwelo olunokutsha, ngaphandle kokuba nade kube amagama athi "INGOZI - ULWELO OLUNOKUTSHA-AKUTSHAYWA OKANYE KUPHATHWE UMATSHISI NESIBASI", ngoonobumba abangekho ngaphantsi kwama 150mm ubude, kunye nodidi nobona buninzi buvumeleke ukugcinwa kweso sitori zipeyintwe ngokucacileyo ngaphandle ecangweni lwesitori ngazo zombini illwimi ezivumelekileyo. Esi saziso masigcinwe ngamaxesha onke kuloo ndawo ngendlela ecacileyo.

Ukwakhiwa nokumiswa kwesitori

56. (1) Isitori ngasinye masakhiwe ngokuhambelana nezimfuneko:

(a) lindonga mazakhiwe ngezitena nesamente, umgangatho ngesamante okanye enye into engenakungenwa, uphahla lona ngesamente enentsimbi ngaphakathi.

(b) Isitori eso masigcwaliswe ngocango lomthi owomeleleyo, ologqunywe ngesinyithi esingekho ngaphantsi kwe 0,9mm ubukhulu, efakelwe kuphahla lwesinyithi okanye ucango olunghekho ngaphantsi kwe 3mm ubukhulu olufakelwe kuphahla lwe-engile norhangqo jikelele olungekho ngaphantsi kwama 50mm. Olu cango maluvulekele ngaphandle lufakelwe iqhaga elomeleleyo. Uhlobo locango olufakelweyo luzakukhethwa ligosa lomlilo eliyintloko.

- (c) Onke amaphahla eefestile makakhiwe ngesinyithi afakelwe iifestile ezibunjwe ngocingo, kwaye zibe luhlobo olungavulekiyo. Iglasi yefestile nganye ingabikho ngaphezulu kwama 450mm x 450mm.
- (d) Isitori ngasinye kufuneka sakhiwe ngendlela apho okanye sirhangqwe ziindonga okanye iibhandi eziluhlobo apho ulwelo olunokutsha olungaphakathi kuso lingakwazi ukuphoncuka kuso. Umngxunya owenziwe zezindonga okanye iibhandi kufuneka ube nombilini owanele wokugcina olona lwelo luninzi nomyinge weshumi ekhulwini ngaphezulu.
- (e) Eso sitori kufuneka sibe nemingxunya yokukhupha nokufaka umoya ngesixokelelwano esiyilwe, sakhiwa sabanombilini ezizakuthintela ukuqokelelana komophu wolwelo olunokutsha kuzo zonke izahlulo zeso sitori ikhuphele loo mophu emoyeni nalapho loo mophu engenakho ukudibana nomlilo, idangatya, isibane esingakhuselwanga okanye nasiphi na esinye isenzi esingabasa loo mophu: Apho okukukhutshwa nokufakwa komoya kungenzeka kuphela ngoomatshini, esi sixokelelwano masihambelane manalungiselelo esahluko se135. Yonke imingxunya yokungenisa nokukhupha umoya, efakelwe edongeni, kufuneka yakhelwe kuphahla lwe-ayini lufakelwe ngokomeleleyo kubuso obungaphakathi ezindongeni. Imingxunya yokungenisa nokukhupha umoya ephantsi mayakhelwe kufutshane nomgangatho womngxunya.
- (f) Imingxunya mayikhuselwe ngeyasuyasu elingadlekiyo elingekho ngaphantsi kweemicroni ezingama 600 kuma 25mm.
- (g) Isitori masingamiswa endaweni ezakuthintela umntu okanye isilwanyana ukuba singaphumi kweso sakhiwo nemihlaba yaso okanye ifake engozini naliphi na igumbi, isakhiwo okanye isakhiwo nemihlaba yaso xa kungaba kho umlilo.
- (h) Nasiphi na isitori esinomgangatho ongaphezulu kwe10m² masibe neminyango emibini eyakhiwe ngendlela echazwe kumhlathi (b), emiswe kwimigama elingeneyo phakathi kwazo elingene ukuvumela ukuphoncuke kwabantu okungathintelwanga kwezo zitori xa kungaba kho umlilo okanye ingozi.

(2) Ngokuxhomekeke kwiimfuno zesahluko sama41 nangaphandle kwento ethethwa kwesi sahluko, isitori singakhiwa phezulu kwezinto ezingatshiyo xa:-

- (a) eso sitori asinasakhiwo sikufutshane naso ngaphantsi komgama wama30m;
- (c) irhangqwe ludonga olufunekayo okanye ibhandi engenakungenwa nje ngokuba kulungiselwelwe kwisahluko (1).

(3) Isitori ngasinye masigcinwe ngokwamalungiselelo esi sahluko maxa onke.

Ukukhanyiswa kwezitori

57. Zonke izibane ezifakelwayo mazibe zezohlobo lombane olukhanya xa zishushu, kufuneka zivalelwe ngesixhobo sangaphandle esingatshiyo ze zonke ingcingo

zikhuselwe okanye zivalelwe emibhobheni yesinyithi engenamququnbelo, eneziphambuka ezidityaniswe ngesikrifu. Zonke izixhobo zokuvula nokucima umbane, iibhokisi zeziphambuka, izipoponi zomlilo nezinye izixhobo zombane mazibe ngaphandle kwesitori.

Ukusetyenziswa kwesitori

58. Akukho mntu umaka:-

- (a) sebenzise nasiphi na isitori okanye enze ukuba okanye avumele ukusetyenziselwa isitori enye into ngaphandle kokugcinwa kolwelo olunokutsha, ii-oli okanye izikhongozelo zazo.
- (b) Sebenzele kwi okanye enze ukuba okanye avumele omnye umntu ukuba asebenzele nakwisiphi na isitori ngaphandle kokuba iingcango zesitori zivulwe gangalala kwaye zihlala zingaphazanyiswa.

Abantu abangagunyaziswanga abangena esitorini

59. Akukho mntu umaka nngene nakwisiphi na isitori okanye enze ukuba okanye avumele ukungenwa kwesitori ngaphandle kwemvume ecacileyo yomhlali okanye omnye umntu ophetheyo kweso sitori.

IINDAWO ZOKUGCINA ISAMBUKU

Isaziso sengenzi emnyango

60. Iibhozi zezaziso ezicacileyo ezibhalwe "INGOZI ULWELO OLUNOKUTSHA-AKUTSHAYWA" ngoonobumba abangekho ngaphantsi kwama150mm ngazo zonke iilwimi ezithethwayo kumda waloo masipala mazimiswe kuzo zonke iindawo zokungena zendawo zokugcina isambuku kwaye mazigcinwe kuloo ndawo zikwi simo esicacileyo maxa onke.

Ugcino

61. (1) Ulwelo olunokutsha malugcinwe kwindawo zokugcina isambuku ngokulandelayo:

- (a) Ematankini okugcina aphantsi komhlaba.
 - (b) Ematankini okugcina aphezu komhlaba.
 - (c) Ezitorini zokugcina isambuku
- (2) (a) Isitori sokugcina ngasinye esi lolu hlobo, okanye iqela lala matanki, anombilini ophelileyo ongaphezulu kwe55kl mazirhangqwe ngodonga (emva koku ezakubizwa ngokuba ludonga lokugcina) okanye udonga lokugcina olwenziwe ngezitena okanye ngesamante, eqhelekileyo okanye eyomeleziweyo (emva koku ezakubizwa ngokuba lugonga lokugcina) eyilwe yakhiwa ngendlela

eyenza idami eli nokubamba nokugcina ulwelo okufuneka lugcinwe ngokuhambelana nomhlathi (1): Kuxhomekeke ekubeni umphezulu wolu donga lokugcina ube ubuncinane ngama75mm ngaphezulu kokudingekayo ukubamba ugcine obu buninzi bolwelo.

(b) Olu donga lokugcina malunbe ubuncinane ngama600mm ubukhulu phezulu namathambeka ayi1, 5 ukuya ku 1mm macala. Olu donga malwaxhiwe lube nomphakathi wombilini wesamenteongekho ngaphantsi kwama200mm ubukhulu ngaphezulu nebhatha macala eyi1 ukuya ku24 yomphakathi wengingqi evalelweyo. Umphakathi onobukhulu obulinganayo nalo mgangatho mawenziwe uhle kangangoko, ngokuxhomekeke kuhlobo lomhlaba, kuzakuthintela ukuvuza kolwelo. Umsebenzi owenziwe emhlabeni orhangqe umphakathi mawenziwe ngezinto uncenceshelwe ucingisiswe.

(d) Udonga lokugcina malwaxhiwe ngokuhambelana nezi zidingo zilandelayo:

- (i) Kufuneka ikwazi ukumelana nentshukumo yolwelo olukwidama elivalweleyo xa ligcwaliswe ngeneno kwama75mm yomphazulu ngolwelo olunobunzima obufana namanzi.
- (ii) Ukuba olu donga lwaxhiwe nje ngesohluli phakathi kwamadama amabini, kufuneka ikwazi ukumelana nokuphosa-phoseka macala.
- (iii) Udonga lokugcina ngalunye maluhlise kangangokuba kufuneka lwenzelwe isiseko esixhomekeke kuhlobo lomhlaba, ezakuqinisekisa uzinzo ithintele nokuvuza kolwelo.
- (iv) Udonga ngalunye lokugcina lwesamante eyomeleziweyo malungabi ngaphantsi kwe150mm ubukhulu ngaphezulu, ukutsaleka okanye isicinezelo sithathwe sonke ngeentonga zestili ezibekwe kubude obungekho ngaphantsi kwama50mm ukusuka kuwo.
- (v) Ucinenezelo lwesamante malungabi ngaphezulu kwe 4826 KN/m² (48 bar) ucinenezelo lwesinyithi 11036 KN/m² (1103 bar) xa kugcwele qhu.

(d) Amalungiselelo afanelekileyo makenziwe ukukhupha amanzi anokuba agcinakele kolu donga lokugcina. Umbhobho wokukhupha amanzi nonokuba uhlamba phakathi kolu donga mawufakwe isivalo sentsimbi yembiza, emasihlale sivaliwe sixitshiwe ngokwaneleyo, ngaphandle kwa xa usebenza.

(e) Umbilini wokugcina wedama elivalweleyo elirhangqe itanki okanye iqela lamatanki mawube nje ngoku kulandelayo;

- (f) Apho kungekho ngaphezulu kwetanki elinye kufuphi nale ndawo yokugcina, umyinge wama90 ekhulwini wombilini wetanki uwonke.
 - (i) apho kungekho ngaphezulu kwamatanki amabini kufuphi nelo dama linye livalelweyo, umyinge wama80 ekhulwini wombilini uwonke.
 - (ii) apho kukho amatanki amathathu ngaphezulu kufuphi nelo dama linye livalelweyo, umyinge wama75 ekhulwini wombilini uwonke;
- (g) ingingqi evalelwe lolu donga lokugcina engasetyenziswanga ngamatanki okugcina kufuneka, ngaphandle kwaxa kuzakulungiswa, kuzakutshintshwa okanye kuzakongezwa amatanki, ihlale ikhululekile ingena nto kwaphela.
- (h) Amalungiselelo akwihlathi (b) no (c) makangasebenzi kwidama esele lisetyenziswa ngosuku lokwaziswa kwesi sahluko.

(3) Isitori ngasinye sokugcina isambuku ma:-

- (a) sakhiwe ngento engatshiyo;
- (b) sifakelwe imingxunya yokukhupha nokufaka umoya eyaneleyo uvuthintela ukukhula komophu wolwelo olunokutsha phakathi kuso;
- (c) siyilwe siz sakhiwe ngendlela esenza sikwazi uku khongozela sigcine, xa kunoba kho unlilo okanye enye into, umyinge wama50 (shumi amahlanu) ekhulwini wobuninzi bolwelo ulokuso xa bubonke.

Umgama phakathi kwamatanki

62. Onke amatanki maka, ngokobukhulu obuxelwe kuluhlu lokuqala apha, ohlukanise kumda wendawo yokugcina isambuku nakwenye-kwenye ngokwemigama exelwe kwimiqulu yesibini neyesithathu ngokulandelelana kwayo.

Umbilini	Umgama ukusuka kumda		Umgama phakathi kwamatanki
likhilomitha	limitha	limitha	
Ukuya ku	55	6	1
Ukuya ku	85	7,5	1
Ukuya ku	110	9	1,5
Ukuya ku	140	10	3
Ukuya ku	220	12	4,5
Ukuya ku	350	13	5,5
Ukuya ku	455	15	6
Ukuya ku	910	15	7,5

Ukuya ku	2300	15	8
Ukuya ku	4550	15	12
Ngaphezu ko	4550	15	15

Ngokuxhomekeke ekubeni:-

- (a) Apho amatanki anemibilini eyahlukeneyo azakubekwa ngokwamaqela, umgama ukusuka kwimida mayihoywe kodwa imigama ephakathi kwamatanki ngamanye mayi ngabi ngaphantsi kwe nani lemigama yetanki ngalinye elichaziweyo lobukhulu betanki ngalinye lohlulwe kabini;
- (b) Akukho sakhiwo okanye nto eyenzelwe ukugcwaliswa kwezikhongozelo ngolwelo olunokutsha emazimiswe kufuphi ne7,5m yonda wendawo yokucina isambuku.

linjini zombane

63. Akukho mntu umaka beke okanye enze ukuba okanye avume kubekwe nayiphi na injini yombane khindawo apho inokudibana nolwelo olunokutsha okanye umophu walo, ngaphandle kokuba loo njini yakhiwe yaba luhlobo olungatshiyo.

Izixhobo zomlilo

64. (1) Isitori ngasinye sesambuku masidityniswe neSigqeba esinesinqumla-sangqa esingekho ngaphantsi kwe100m.
- (2) Uqhakamshelwano lwempompo yomlilo lwenkonzo nganye yomlilo malufakelwe endaweni evunye sisiGqeba kufutshane nombobho wamanzi osesitratweni osetyenziswa xa kusitsha indlu.
- (3) Isivalo somsinga obuyayo sokuvala umthonmbo osuka esitratweni xa uqhakamshelwano lwempompo lusetyenziswa masifakelwe phakathi komda noqhakamshelwano lwempompo.
- (4) Isivalo semibhobho yamanzi esesitratweni elivili eliqhelekileyo lepateni elifakelwe isiqhagamshelo sephanyazo sika Morris esiyi6,5mm mazifakwe ezindaweni ezivunye sisiGqeba kufuphi nezakhiwo namatanki asetyenziselwa ugcino lolwelo olunokutsha, ngokwenanai lenye kwi450mm² nganye yengingqi yongangathonakufuphi nama92m zesitori ngasinye sokucina isambuku.
- (5) Amathumbu omlilo eplastiki abude bungama 65mm nemibhobho ephumela emacaleni enemilomo yesinyithi enobude obaneleyo bengingqi ekufuphi, encedwa yile mibhobho esetyenziswa xa kusitsha mayibekhona.
- (6) Izicimi-mlilo zohlobo lomgubo pwpmileyo ezinamavili ezingekho ngaphantsi kwama45kg okanye ezinye izicimi-mlilo ezifana nezi, kunye nemibhobho ephumela emacaleni eyenza ugwebu mazifakelwe apho isiGqeba sibona kufanelekile ukuba zibekhona. Isakhiwo ngasinye esisetyenziselwa ugcino lolwelo olunokutsha okanye ezinye izinto ezinokutsha mazibe nezicimi-mlilo

zohlobo lwechiza olungumgubo owomileyo zibembini kwindawo nganye engama450m2 kwingingqi yomgangatho.

(7) Isixokelelwano esifanelekileyo se-alam hleze kube kho umlilo (esifana neentsimbi, iimpempe okanye iisireni) mazifakelwe.

(8) Bonke abantu abaqeshwe kwiindawo zokugcina isambuku mabamane befundiswa indlela zokusebenzisa ezi sixhobo.

Ukuzaliswa kweenqwelo ezinamatanki

65. Ukuzaliswa kweenqwelo ezinamatanki ngolwelo olunokutsha makungaqaliswa okanye lungenziwa endaweni yokugcina isambuku:

- (a) kumgama ongaphantsi kwe8m ukusuka nakusiphi na isitori sokugcina okanye isakhiwo esiphezu komhlaba okanye kumda walo ndawo;
- (b) ngaphandle kokuba nade kube yonke imibhobho ikhusekwe ngokwanelisayo embaneni;
- (c) ngaphandle kokuba ukudibana okusinyithi okulungileyo nokwanelisayo kwenziwe kwaye kuyagcinwa phakathi kwale nqwelo nendlela yombhobho yesinyithi ukuthintela ukukhula kwentshukumo yombane omileyo kule nqwelo.

UKUQALWA kweNJINI eNDAWENI YOKUZALISA

66. Akukho mntu endaweni yokugcina isambuku umakaqale, okanye enze ukuba okanye avumele ukuqalwa kwenjini yenqwelo enetanki okanye nasiphi na isithuthi esiqhutywa ngokomatshini ukuba le nqwelo yendlela okanye esi sithuthi siphakathi kwe6m yayo nayiphi na indawo apho iinkqubo zokuzalisa zenzeka khona ngokungafihlakalanga okanye nakuyiphi na indawo apho lenqwelo kanye esi sithuthi sidibana okanye singadibana khona nolwelo olunokuthsa okanye umophu walo.

linjini ezihamba ngonphunga

67. (1) Akukho mntu umaka qhube okanye azise nayiphi na injini yendlela ehamba ngomphunga kuyo nayiphi na indawo yokugcina isambuku.

(2) Akukho mnini okanye mntu ugunyaziswe ngumnini ukuba aphaathe umakavumele le njini yendlela ehamba ngomphunga ukuba ingene nakuyiphi na indawo yokugcina isambuku.

(3) Apho kunyanzelekileyo ukuba iintloko zoololiwe ezihamba ngomphunga zingene endaweni yokugcina isambuku, umnini mamamise ibhodi yesaziso enamagama athi "IINTLOKO ZOOLOLIWE MAZINGADLULI KULE NDAWO" ngoonobumba abangekho ngaphantsi kwama150mm ubude ngazo zonke iilwimi ezithethwa kumasipala waloo ngingqi. Le bhodi mayibekwe endaweni

ebinakalayo kumgama ongekho ngaphantsi kwe15m ukusuka kuyo nayiphi na indawo esebenzisana nolwelo olunokutsha okanye ugcino lwalo.

Akukho lwelo lunokutsha okanye sikhongozelo sivuliweyo esinomophu wolwelo olunokutsha emazibekwe okanye zigcinwe kumgama ongaphantsi kwe15m ukusuka kwisiqephu somzila esingacandwa yintloko kaloliwe ehamba ngomphunga.

Ulwamkelo kwiindawo zokugcina

68. Akukho mntu umaka:-

- (a) ngene kwindawo yokugcina ngaphandle kwemvume ecacileyo yomhlali okanye umntu ogunyaziswe ngumhlali ukuba aphaathe loo ndawo yokugcina;
- (b) ngene kwindawo yokugcina ephethe umatshisi, idosha okanye into engayila oko;
- (c) enze nasiphi na isenzo esinga okanye esibalelwa ekubeni singenza umlilo okanye ugqabhuko-dubulo okanye into enjalo.

Ukonganyelwa kweendawo zokugcina

70. Umnini-ndawo yokugcina isambuku makaqinisekise ukuba umntu onenkathalo, ogunyaziselwe ukukhathalela le ndawo, uhlala esemsebenzini ngawo onke ngamaxesha omsebenzi kule ndawo yokugcina ukuqinisekisa ukuba akukho zinto zingabangela umlilo ezingaba yingozi kubomi bomntu okanye kwizinto nokuba unogada othembakeleyo uhlala esernsebenzini kule ndawo yokugcina emva kwamaxesha omsebenzi.

UKUTHUTHWA KOLWELO OLUNOKUTSHA

Iphepa le mvume yokuthutha

71. Gcina ngokolungiselelo olukwisahluko se117, akukho mntu umakasebenzise okanye enze ukuba okanye avumele ukusetyenziselwa kwaso nasiphi na isithuthi ukuhanjiswa kolwelo olunokutsha phakathi komda wolawulo lwesiGqeba, ngaphandle kokuba nade abe unephepha-mvume lokuthutha ayikhutshelwe sisgqeba ngokwesithuhti eso okanye iphepha-mvume ekhutshwe nalilo naliphi na igunya lendawo.

Ukukhutshwa kwephepa le mvume lokuthutha

72. (1) Akukho phepha le mvume malinikezelwe nakwesiphi na isithuthi, ngaphandle kokuba nade ezo zithuthi:-

- (a) ziboniselwe uphononongo apho isiGqeba sikhombe khona ibe nemali yophononongo emiselwe kuLudwe lweNkqubo IV ihlawuliwe.
- (b) zihambelana nemiqathango yokulunga ngokunxulumeme nesithuthi eso ngokubekwe iyNational Road Traffic Act, njengokuba ilungisiwe, nayo nayiphi na imimiselo ebhengezwe phantsi kwayo.
- (c) zihambelana neemfuneko zesahluko se109

(2) Eli phepha le mvume mali:-

- (a) qhubeke ukusebenza isithuba esingangenyanga okanye elothuba lixelwa kwelo phepha le mvume;
- (b) balule obona buninzi bukhulu nodidi lolwelo olunokutsha ekuvumeleke ukuba lulayishwe seso sithuthi;
- (c) ncanyatheliswe kwisithuthi ngokunxulumene nesithuthi eso sikhutshelwe elo phephe le mvume hayi kwesinye isithuthi;
- (d) gcinwe kweso sithuthi kwisimo esihle nesibonakalayo ngumnini okanye umntu oselulawulweni lwesithuthi eso endaweni ecace gca.

Ukwakhiwa kwezithuthi

73. (1) Zonke iinqwelo ezinamatanki mazakhiwe ngokuhambelana nezimfuneko zilandelayo:-
- (a) Isithuthi eso masakhiwe ngendlela eyomeleleyo kwaye kangangoko kunakho sakhiwe ngento engatshiyo.
 - (b) Apho kukho khona izibane zombane okanye ezinye izixhobo zombane indlela yombane mayogqunywe kakhulu ngerabha okanye iasbestos neengcingo zifakelwe kwaye zikhuselwe ngendlela enciphisa umngcipheko womonakalo kangangoko kunakho.

Umatshini wokwenza umbane, ibhetri, izipothoni zomlilo okanye iizixhobo zokuvula nokucima umbane mazingabekwa kwindawo ezinokudibana kuyo nolwelo olunokutsha okanye umophu walo.
 - (c) Itanki malakhiwe ngentsimbi, isinyithi okanye olunye ohlobo lwesinyithi lirivethelwe, lidityaniswe, luywinwe ngesinyithi okanye enye into enjalo kodwa liqine ngqi.
 - (d) Indlela yokunqumla indlela yombane kufuphi nebhetri ngesixhobo sokuvula nokuvala umbane esizipali ezimbini okanye enye indlela efanelekileyo mayilungiselelwe.

(e) Naliphi na itanki elinombilini ongaphezulu kwe6kl malohlulahlulwe libe ziikompamenti ezingangenwa lwelo, ikompamenti nganye ibenombilini ongekho ngaphezulu kwe6kl.

(f) Itanki malincanyathiselwe ngokukhuselekileyo kwaye lidibane ngesinyithi nesithuthi eso.

(g) Imibhobho yokutsala yetanki mayifakelwe izivalo zangaphakathi neetephu ezomeleleyo ezikhuselekileyo neziciko ezifanelekileyo. Iitephu neeziciko ezo mazikhuselwe ngumzimba wesithuthi okanye ngenye indlela esbenzayo.

(h) Ilimingxunya yokukhupha nokufaka umoya esebenzayo mayifakelwe kwikompamenti nganye kwaye yonke le mingxunya mayogqunywe ngeyasuyasu locingo oluncinci elingekho ngaphantsi kwama600 emicrona kwi 2500n lube netepu okanye isivalo.

(i) Amalungiselelo oneleyo makenziwe okudibanisa ingcingo zombane ezihamba nezinye iingcingo zesi sithuthi ngokwanelisayo ukuthintela ukuqokeleleka kobuninzi bombane omileyo naphi na kuso kwaye, ngaphezuluoluphi unxibelelwano lwempompo oluya etankini malufakelwe ukuqinisekisa unxibelelwano lombane olupheleleyo phakathi kwetanki naso nasiphi na isikhongozelo esifumana ulwelo kulo.

(j) Lonke unxibelelwano lweentambo zombane ezifuneka kwesi sahluko malunaphononongwe lubhalwe kwincwadi yengxelo yezihlo ngokufunwa kwisahluko 83.

(2) Isithuthi ngasinye esingeyonqwelo enetanki ma:-

(a) yibe nombilini owaneleyo nonxibelelwano olubonakalisa ngokukhuselekileyo ubuninzi bolwelo olunokutsha ekunqweneleka ukuba ulayishwe kweso sithuthi, ubuninzi obupheleleyo babungabikho ngaphezulu kwama 30kl.

(b) yixhotyiswe ebuncinaneni ngamavili amane: Ukuba kukho isikhoji esiyinxalenye yesisithuthi naso masixhotyiswe ngamavili amane.

(c) Yenziwe ixhotyiswe ngendlela eyenza ukuba ingakwazi ukulumeka naluphi na ulwelo olunokutsha, olunokuba kwisithuthi eso.

Ukugcinwa kwezithuthi

74. Akukho mntu uma ka sebenzise okanye enze ukuba okanye avume kusetyenziswe nakuyiphi na indawo kawonke-wonke nasiphi na isithuthi ukuhambisa ulwelo olunokutsha, ngaphandle kokuba eso sithuthi sigcinwa sikwisimo esihle nendlela yokusebenza eyiyo.

Izikroba eziya ematankini

75. Zonke izikroba zamatanki ezithuthi ezisetyenziselwa ukuthuthwa kolwelo olunokutsha mazigcinwe zivalwe ngokwanelisayo maxa onke xa zingasetyenziswa.

Ukonganyelwa kwenqwelo ngumntu othembekileyo

76. Inqwelo nganye enetanki mayihlale iphantsi ngongamelo lomntu othembekileyo ngethuba loo nqwelo inetanki isetyenziswa naphi na apho kungekho kwindawo yokugcina isambuku khona.

Isahlulo seNqwelo eneTanki ngexesha lomsebenzi wokuthutha

77. Akukho mntu uma:-
- (a) kenze ukuba okanye avumele inqwelo enetanki ukuba ime kwi okanye ngokunqamlezayo kuyo nayiphi na indawo yokuhamba kawonke-wonke ngexesha lomsebenzi wokuthutha;
 - (b) kabeke ithumbu okanye enze ukuba okanye avume kubekwe ithumbu ngokunqamlezayo kule ndawo yokuhamba ngexesha lalo msebenzi;
 - (c) kenze ukuba okanye avumele ukuba inqwelo enetanki ingeve okanye iphume ngomva kwisakhiwo nemihlaba yaso phambi okanye emva komsebenzi wokuthutha kweso sakhiwo nemihlaba yaso.

Izicimi-mlilo

78. (1) Akukho mntu umaka sebenzise okanye enze ukuba okanye avume kusetyenziswe nayiphi na inqwelo enetanki ngaphandle kokuba loo nqwelo inobuncinane bezicimi-mlilo ezisebenzayo zamachiza eziyi 9kg ezimbini emazibe luhlobo longubo owomileyo.
- (2) ezi zicimi-mlilo mazihlale zikule nqwelo kwindawo kwaye zincanyathiselwe kule nqwelo ngendlela apho zizakufumaneka lula nangokukhawuleza ngayo hleze kube khona umlilo.

Izinto ezinokulumeka ulwelo olunokutsha

79. Akukho mntu uma:-
- (a) kazise okanye enze ukuba okanye avume kuziswe nawuphi na umlilo, idangatye okanye enye into enokulukeka ulwelo olunokutsha okanye umophu walo kungama ongange 3m waso nasiphi na isithuthi ekuthuthwa ngaso ulwelo olunokutsha;

- (b) kaphathe okanye enze ukuba okanye avume kuphathwe umatshisi, idosha okanye enye into enokuyila umlilo nakwisiphi na isithuthi esisetyenziselwa ukuthutha ulwelo olunokutsha;
- (c) katshaye ekwesisithuthi okanye avumele omnye umntu ukuba atshaye ngexesha lokuthutwa kolwelo olunokutsha okanye lokuzaliswa kweso sithuthi ngolwelo olunokutsha okanye lokukhutshwa kolwelo olunokutsha kweso sithuthi;
- (d) katshaye kumgama ongange 3m ukusuka kweso sithuthi xa sizaliswa ngolwelo olunokutsha okanye kukuthswa ulwelo olunokutsha okanye xa engakuyo okanye avumele omnye unu ukuba atshaye kunjalo.

Amanyathelo obulumko

80. Umntu ngamnye onoxanduva loku okanye onxulumene nokuhanjiswa kolwelo olunokutsha makathabathe onke amanyathelo afanelekileyo okuthintela ingozi yomlilo okanye ugqabhuko-dubulo namanyathelo okuthintela ukungena kwabantu abangagunyaziswanga nakwisiphi na isikhongozelo esihambayo.

Ukunyinwa komda wemithetho kamasipala ethile

81. (1) Ulungiselelo lwezahuko 107 ukuya kubalwa no 114 makangasebenzi ekuhanjisweni kulwelo olunokutsha kwisithuthi, esingeyonqwelo iretangi:-
- (a) womlinganiselo ongekho ngaphezulu kwama 200l woDidi A okanye B lolwelo olunokutsha okanye ama400l yoDidi C lolwelo olunokutsha kwizikhongozelo zesinyithi ezivalwe gingci enombilini ongekho ngaphezulu kwama 50l; okanye
 - (b) womlinganiselo ongekho ngaphezulu kwama 200l woDidi A okanye B lolwelo olunokutsha okanye 1kl woDidi C lolwelo olunokutsha olukwisikhongozelo sesinyithi esivalwe gingci inye yazo ibenombilini ongekho ngaphantsi kwama 200l.
- (2) Ezi zikhongozelo mazakhiwe zipakishwe ngendlela ethintela ukuvuza ishenxise nokophuka, ukuba namadlala okanye ukungakhuseleki ngexesha lokuhanjiswa.
- (3) Akukho lwelo lunokutsha omaluhanjiswe kwi okanye ngendlela ecanda phakathi kwezindlu ngesithuthi esihamba ngomphunga okanye nakwisiphi na isikhoji okanye esinye isithuthi esitsalwa sisithuthi esihamba kunjalo.

AMAGUMBI OKUCOCA NGANACHIZA – NGOKUBANZI**Isiqinisekiso segumbi lokucoca ngamachiza**

82. (1) Akukho mntu umaka sebenzise okanye enze ukuba okanye avume kusetyenziswe naliphi na igumbi nje ngegumbi lokucoca ngamachiza ngaphandle kokuba nade elo gumbi libe libhaliswe ngokufanelekileyo phantsi kwesi sahluko.
- (2) Akukho siqinisekiso masikhutshelwe ukusetyenziswa kwaso nasiphi na isakhiwo nomhlaba waso nje nge gumbi lokucoca ngamachiza ngaphandle kokuba nade esisakhiwo nomhlaba waso sihambelane nemfuno zale mithetho kamasipala.
- (3) Amalaungiselelo ezahluko zama42 ukuya kubalwa nesama49 kunye nesama52 makasebenze kwisiqinisekiso esiphantsi kwesi sahluko mezilungiso ezidingekayo.

Ukusetyenziswa kwamagumbi okucoca ngamachiza

83. Akukho gumbi lokucoca ngamachiza emalisesetyenziselwe enye into engekuko ukucoca ngamachiza nezinto ezifana nook.

Ukufakelwa koomatshini

84. (1) Akukho mntu umakafakele okanye enze ukuba okanye avume kufakelwe nabaphi na oomatshini bokucoca ngamachiza efana noomatshini bokuhlamba, iihydro, izicwengisi, izixhobo zokwenza ialkoholi, okanye amatanki okuseta kwenye indawo ngaphandle kwasegumbini lokucocangamachiza.
- (2) Bonke oomatshini mabakhuselwe embaneni ngendlela eyanelisa.
- (3) Zonke ezindawo zikhuselweyo embaneni maziphononongwe ze zifakwe encwadini yengxelo yezihlo ngokufunekayo ngokwesahluko sama83.

libhoyila

85. Akukho boila kuquka netshimini yayo emayifakwe kufutshanene6m yalo naliphi na igumbi lokucoca ngamachiza: Ngaphandle kokuba loo bhoyila ingafakwa gumgama ongekho ngaphezulu kwe3m yalo naliphi na igumbi lokucoca ngamachiza apho kukho udonga lwezitena okante lwesamente olungaqhekekanga olungekho ngaphantsi kwama 450mm ngaphezulu kwebhoyila netshimini yayo olungekho ngaphantsi kwe2m ukusuka kumgangatho wegumbi lokucoca ngamachiza phakathi kwaloo bhoyila netshimini yayo neloo gumbi.

Ukukhutshaw kwamanzi koomathisini

86. Bonke oomatshini abangaphezu komhlaba anje ngoomatshini bokuhlamba, izicwengisi, izixhobo zokwenza ialkoholi okanye izixhobo ezifana nezo mazikhutshwe amanzi kwangoko emva kokuba kugqitywe umsebenzi wokucoca yonke imihla.

Izixhobo zombane

87. Akukho mntu umakafakele okanye enze ukuba okanye avume fukakelwe kwigumbi lokucica ngamachiza okanye endaweni engadibana nolwelo olunokutsha okanye umophu walo, nabaphi na oomathisini bombane okanye ezinye izixhobo zombane ngaphandle kwe:
- (a) sibane esikhanyayo esivalelwe ngento engatshiyo;
 - (b) ntambo zombane ezikhuselwe konke ngeetyhubhu zesinyithi ezingenamthungo eziqiniswe ngesikrifu apho zidibana khona;
 - (c) isicimi / libasi esinye sombane esiliqhosha elicofwayo elenziwe ngendlela engatshiyo emalingabekwa kumagama ongaphantsi kwe1.45m ukusuka kungangatho emalaxhiwe lixhunywe ngendlela elizakukwazi ngayo ukumisa oomatshini xa kungakho ingozi;
 - (d) Izinto zombane ezakhiwe ngokungatshiyo.

Ukuphathwa kolwelo olunokutsha

88. Itanki lokugcina malidityaniswe noomatshini bokucoca ngamachiza kwaye akukho lulwelo lunokutsha emaluphathwe ngethuba kucocwa ngamachiza: Kodwa ubuninzi obupheleleyo obungekho ngaphezulu kweelitha ezingama20 bungaphathelwa ukuhlamba izandla nokuphawula kw sikhongozeli esinye okanye ngaphezulu.

Isaziso sengozi ekungeneni

89. Amagama athi "INGOZI-AKUTSHAYWA" abhalwe ngazo zonke iilwimi ezithethwa kuloo masipala makaboniswe ngokucacileyo ngonobumba abangekho ngaphantsi kwe150mm ubude ngaphandle kwayo yonke indawo yokungena kwigumbi ngalinye lokucoca ngamachiza kwaye makagcinwe kwezo ndawo kwaye ebonakala.

Ukususwa kwenkqutho nezinto zesinyithi empahleni

90. Akukho mntu umaka coce ngechiza okanye enze ukuba okanye avume kucocwe ngechiza nayiphi na into enxitywayo okanye elinye ilaphu ngaphandle kokuba nade loo nto ibe igqogqwe kakuhle zabe zonke izinto ezinje ngematshisi, izinto zesinyithi, amaqhosha esinyithi nezinye izinto ezingadala iintlantsi zisusiwe kozo.

Imiyalelo kubasebenzi

91. Umnini makenze bonke abantu abasebenza kumagumbi okucoca ngamachiza ukuba bayalwe kakuhle ngengozi ezidibaniselene nokusebenzisa ulwelo olunokutsha nangendlela yokuphatha neyokusebenzisa zonke izicimi-mlilo ezifunwa yile mithetho kaMasipala kwisakhiwo nemhlaba yaso, kwaye le miyalelo mayiphindwe qho emva kwenyanga ezintathu.

Abantu okanye izenzo ezingagunyaziswanga

92. (1) Akukho mntu ngaphandle komntu oqeshwe ngokusemthethweni umaka ngene nakuliphi na igumbi lokucoca ngechiza ngaphandle kwemvume ecacileyo yomnini okanye umntu ophetheyo.
- (2) Akukho mntu umakenze nasiphi na isenzo esinga okanye esibalelwa ekubeni singadala umlilo, ugqabhuko dubulo okanye enye ingozi kumagumbi okucoca ngamachiza okanye izinto ezikuwo.

Iindawo zokuhlala oomatshini

93. Bonke oomatshini bokucoca ngamachiza, anje ngoomatshini bokuhlamba, iihydo, izicwengisi, izixhobo zokwenza ialkoholini namatanki okuseta, mababekwe kufutshane kangangoko kunakho nemingxunya yombobho yokukhupha umoya okanye igesi ngokufunwa sisahluko se135.

Izibili

94. Itafile nganye esetyenziselwa ukuhlamba okanye ukubrasha nantoni na ngolwelo olunokutsha mayihambelane nezimfuno zilandelayo:
- (a) loo tafile mayilungiselelwe incam engenakuphuma lwelo enesinqandi macala onke esingekho ngaphantsi kwama25mm ngobude.
- (b) Umphezulu wale tafile mawuphakame ngendlela eqinisekisa ukukhutshawa okukuko kwamamzi ngethumbu elingekho ngaphantsi kwama25mm isinqumla-sangqa elidityaniswe ngqo netanki ephantsi komhlaba ngomgibe omawuthintela ukubuyela komophu.
- (c) Imiphezulu yesinyithi mayikhuselwe ngokwanelisayo embaneni.
- (d) Loo tafile mayincanyathiselwe phantsi okanye edongeni khon'ukuze ingaphazamisani nentambo ekhusela embaneni noqhakamshelo kumsele.

Izibane eziphathekayo

95. Akukho mntu umaka ngenise okanye enze ukuba okanye avume kungeniswe nasiphi na isibane okanye isikhanyisi nakuliphi na igumbi lokucoca ngaphandle kwesibane sombane okanye isibane sokhuseleko esifakelwe into yangaphandle engatshiyo.

AMALUNGISELELO AKHETHEKILEYO APHO IINDIDIDI A NO B ZOLWELO OLUNOKUTSHA ZISETYENZISELWA UKUCOCA NGAMACHIZA**Ukwakhiwa kwamagumbi okucoca ngamachiza**

96. Igumbi ngalinye lokucoca ngamachiza malakhiwe ngokuhambelana nezimfuno zilande'ayo:
- (a) iindonga mazenziwe ngezitena okanye isamante okanye into efanalakileyo efana nazo, umgangatho ngesamante okanye enye into engenakungenwa nto uphahla ngento engatshiyo.
 - (b) Zonke iifestile mazakhiwe ngezitena okanye isamente okanye enye into efanelekileyo efana nazo, umgangatho ngesamente okanye enye into engenakungenwa nto, uphahla ngento engatshiyo.
 - (c) Zonke iingcango neziseko zengcango nazibe zezesinyithi ze iingcango zi'hangqwe konke ngesingenaniso esingama25mm okanye ngaphezulu zingabikho ngaphantsi kwe13mm ubukhulu.
 - (d) Ithala lesamente elili150mm ubuncikane ubude malimiswe ngokunqamlezayo kuzo zonke iingcango kungangatho ongaphezulu umgangatho wegumbi mawube li150mm ngaphantsi komgangatho ongaphezulu oncamatheleyo.
 - (e) Eli gumbi lokucoca malingakhiwa kufutshane kune 1,5m nendawo yokunqumla phakathi kwezindlu kawonke-wonke okanye kwizakhiwo ezincamatheleyo ngaphandle kokuba udonga okanye iindonga ezivelileyo kule ndawo yokunqumla okanye kwesi sakhiwo zakhiwe ngaphandle kwezikroba: Kodwa makangabikho ngaphezulu kwesibini amacala alo naliphi na igumbi lokucoca ngamachiza angenazikroba.
 - (f) Makulungiswe ubuncikane iingcango ezimbini ezivulekela ngaphandle kumoya ococekileyo. Ezi ngcango mazimiswe kumgama ukusuka kolunye ovumela ukuphuncuka okukhululekileyo nokungaphazanyiswayo kwabantu abakwelo gumbi lokucoca ngamachiza ngokuphuma nakuluphi na ucango xa kungakho umlilo okanye enye ingozi.
 - (g) Amagumbi okucoca makavulekele kwelinye igumbi okanye isakhiwo: Kuphela xa ngokuhambelana nale miqathango ilapha ngaphantsi, naliphi na igumbi elizakusetyenziselwa ukomisa

kwezinto ezicolwe okanye ezilungiswe ngolwelo olunokutsha, lingokhiwa phantsi kophahla lwegumbi lokucoca ngamachiza:

- (i) eli gumbi lokomisela malahlulwe kwigumbi lokucoca ngamachiza ludonga elakhiwe ngento engatshito; kwaye
 - (ii) indawo yokungena kweli gumbi lokomisela malilungiselelwe ucango nomgubasi zesinyithi
- (h) akukho gumbi lokucoca ngechiza malibekwe ngaphantsi okanye ngaphezulu kwalo naliphi na elinye igumbi okanye isakhiwo.
- (i) Igumbi ngalinye lokucoca ngamachiza maliginwe ngokwamalungiselelo ahambelana nesi sahluko maxa onke.

Imibhobho yemiphunga

97. (1) Igumbi ngalinye lokucoca ngamachiza malifakelwe ubuncikane umbhobho omnye womphunga ongekho ngaphantsi kwesinqumla-sangqa esingama25mm. Umbhobho ngamnye ololu hlobo mawulungiselelwe
- (a) Ukugqobhozwa okanye imingxunyana yokukhupha ulwelo ngamandla enesinqumla-sangqa esiyi6mm ubuncikane esinezikhewu ezakhiwe ngendlela engenza kube lula ukukhupha umphunga ngokulinganayo khonukuze igumbi likwazi ukuzala ngumphunga xa kungakho umlilo;
 - (b) Isigcayiselo somphunga okanye enye indlela esebenzayo yokuthintela ukwanda kwamanzi phakathi kulo mbhobho.
- (2) Isitokhwe esanlwyo somphunga esnzelwe lo mbhobho okanye le mibhobho masihlale sikhona ngethuba kukhona ulwelo olunokutsha koomatshini bokuhlamba, ezicwengisini, kwizixhobo zokwenza ialkoholi okanye kwizixhobo ezifana nezi.
- (3) Esi sixokelelwano sesitokhwe masilungiselelwe isivingco esibekwe ngaphandle kwe sakhiwo eso kwindawo enokufikeleleka lula xa kungakho umlilo kumgca womsebenzi.

Ukufakwa/ khutshwa komoya kwigumbi lokucoca ngechiza

98. (1) Igumbi ngalinye lokucoca ngamachiza malibenemingxunya yokukhupha nokufaka umoya esisixokelelwano soomathsini abayimibhobho yokukhupha igesi eziyilwe zaze zakhiwa ngendlela engasusa umophu wolwelo olunokutsha ngokwanelisayo kwelo gumbi loo mophu iwukhuphele emoyeni ophandle kwindawo engaphezulu kwelo gumbi engekho phakathi kwe 4,5m ukuya kwindawo evulekileyo yesinye isakhiwo.

(2) Ezi zixokelelwano zokukhupha nokufaka umoya kwigumbi lokucoca ngechiza malenze ukuba umoya okwelo gumbi utshintshwe ebuncikaneni amathuba amgamashuni amathathu ngayure.

(3) libleyidi zezi feni zokukhupha nokufaka umoya mazenziwe ngezinyithi esingeyontsimbi.

(4) Yonke imingxunyana yemingxunya yombhobho wokukhupha igesi mayifakelwe-

(a) kufutshane: naphantsi kangangoko kukwazeka: Ukuba le mingxunyana okanye ingxenye yayo yakhiwe kumgangatho ongaphantsi kwe150mm ngaphezulu komgangatho womgangatho wegumbi lokucoca ngechiza, amalungiselelo afanelekileyo makenziwe ukuthintela ukuphuma kolwelo olunokutsha kulo xa kunokubakho umlilo okanye enye into;

(b) kufutshane: kangangoko kukwazeka neendawo ovela kulo umophu wolwelo olunokutsha loomatshini bokucoca ngamachiza anje ngoomatshini bokuhlamba, ihydro, izicwengisi, izixhobo zokwenza ialkoholi, amatanki okuseta nezinye izinto ezinjalo.

(5) Nabani na ofumarise kukho umlilo nakwiliphi na igumbi lokucoca ngechiza makakhawuleze athabathe amanyathelo akwazekayo ukuvala isixokelelwano semingxunya yokukhupha igesi.

AMALUNGISELELO AKHETHEKILEYO APHO UDIDI C LOLWELO OLUNOKUTSHA LUSETYENZISELWA UKUCOCA NGAMACHIZA

Ukwakhiwa kwegumbi lokucoca ngamachiza

99. Igumbi ngalinye lokucoca ngamachiza malakhiwe lugcinwe ngokuhambelana nezimfuno zilandelayo:

(a) lindonga mazakhiwe ngezitena okanye isamente okanye enye into efanelekileyo efana nazo ze umgangatho wakhiwe ngesamente okanye enye into engenakungenwa nto uphahla lona ngento engenakutsha.

(b) Ithala le samente elibubuncikane obuli150mm ubude malimiswe ngokunqamlezileyo kuzo zonke iingcango kumgangatho ophantsi, umgangatho wegumbi mawube li150mm ngaphantsi komgangatho ophantsi oncamathelene nalo.

(c) Makulungiswe ubuncikane iingcango ezimbini ezivulekela ngaphandle emoyeni. Ezi ngcango mazimiswe kumgama ukusuka kolunye ovumela ukuphuncuka okukhululekileyo nokungaphazanyiswayo kwabantu abakwelo gumbi lokucoca

ngamachiza ngokuphuma nakuluphi na ucango xa kungakho umlilo okanye enye ingozi.

- (d) Akukho gumbi lokucoca ngamachiza malakhiwe mgaphantsi okanye ngaphezulu kwelinye okanye kwesinye isakhiwo: Igumbi okanye isakhiwo zingokhiwa phezu kwegumbi lokucocangamachiza, ukuba elo gumbi okanye eso sakhiwo lilungiselelwe indlela eyanelisayo yokuphuma ngokokwegosa lomlilo eliyintloko.

Ukukhutshwa/kufakwa komoya kwigumbi lokucoca ngamachiza

100. (1) Igumbi ngalinye lokucoca ngamachiza malibe nesixokelelwano sokukhupha nokfaka umoya esiyilwe, sokhiwa ngendlela ezakuthintela ukwanda komophu wolwelo olunokutsha ngokwanelisayo nakwiyiphi na ingxenye yeloo gumbi loo mophu siwukhuphele emoyeni kwindawo apho ungenakudibana namlilo, dangatye, sibane singakhuselwanga okanye esinye isenzi esinga basa loo mophu: Apho nagasiphi na isizathu lee mingxunya yokufaka nokukhupha umoya ingakhuselwa kuphela zizixokelelwano zoomatshini kuphela mayihambelane namalungiselelo esahluko se135

(2) Ukusebenza kwezahluko ezithile:

- (a) Amalungiselelo esahluko se136 nesahlukwana (1) sesi sahluko makasebenze kumagumbi okucoca ngamachiza kuphela xa uDidi C lolwelo olunokutsha lusetyenziswa.
- (b) Amalungiselelo ezahluko ze133, 134 ne135 makasebenze kumagumbi okucoca ngamachiza apho iiNdididi A no B zolwelo olunokutsha zisetyenziselwa khona ukucoca ngamachiza.

AMAGUMBI OKUTSHIZELA

Ukubhaliswa kwamagumbi okutshizela

101. (1) Akukho mntu umaka tshizele okanye enze ukuba okanye avume kutshizelwe nasiphi na isithuthi okanye into ngolwelo olunokutsha kulo naliphi na igumbi lokutshizela nagphandle kokuba loo mntu unephepha le mvume le gumbi eli njalo. Elo phepha le mvume malilungele kuphela ixesha eliphelelwa ngomhla wama31 kweyoMdumba olandelayo.

(2) Amalungiselelo ezahluko sama41 ukuya kubalwa esama52 makasebenze nezilungiso ezifanelekileyo kwindawo ezithile phantsi kwesi sahluko.

Ukukhutshwa kwephepha le mvume legumbi lokutshizela

102. Iphepha le mvume legumbi lokutshizela malinganikezelelwa naliphi na igumbi lokutshizela ngaphandle kokuba nade libe elo gumbi lihambelana neemfuno zale mithethi ka Masipala.

Ukwakhiwa kwamagumbi okutshizela

103. Igumbi naglinye lokutshizela malakhiwe ngokuhambelana nezimfuneko:

(a) Izinto zokwakha emazisetyenziselwe ukwakhiwa kwalo zezingatshiyo kuphela.

(b) Mkufakelwe imibhobho yookukhupha igesi ezakukwazi ukukhupha umophu ngokwanelisayo kula magumbi ikwazi nokutshintsha umoya okwelo gumbi lokutshizela ubuncikane amatyeli angamashumi amathathu ngeyure.

(c) Apho igumbi lokutshizela lahlula hlulwe laba zizindlwana zokutshizela njengokuba kuchaziwe kumhlathi (d), indlwana nganye elolohlobo mayibe nemingxunya yokukhupha nokufaka umoya ngokuhambelana nomhlathi (b).

(d) Apho ingxenye yegumbi lokutshizela yahlulwa hlulwe ngezahluli yaba ziikhompathimenti okanye zizindlwana ezahlukeneyo (ethi emva koku ibizwe njenge zindlwana zokutshizela) loo ndlwana yokutshizela mayakhiwe mgesinyithi okanye enye into engatshiyo.

(e) Yonke im ngxunya yokukhupha igesi esuka kumagumbi okutshizela okanye kwizindlwana zokutshizela maziylwe zize zakhiwe ngendlela apho wonke umophu uphumela ngaphandle emoyeni endaweni engumgama ongekho ngaphantsi kwe4m ngaphezulu komgangatho ophantsi nakumgama ongekho ngaphantsi kwe5m ukusuka kwindawo evulekileyo yaso naisphi na isakhiwo kwaye loo ndawo yokukhupha nokufaka umoya mayakhiwe ngento engatshiyo.

(f) Zonke indawo zokukhupha nokufaka umoya mazibekwe ngendlela evumela utshintsho lomoya olupheleleyo phakathi kweloo gumbi okanye kwaloo ndlwana yokutshizela. Ezindawana zokufaka umoya mazibe bulingana nemingxunya yokukhupha nokufaka igesi elungiselelwe kwesi Sahluko. Imingxunya yokufaka nokukhupha umoya yamagumbi okutshizela mayihlelwe ngendlela eyenza ukuba wonke umophu wolwelo olunokutsha ugqitha kufutshane kangangoko kunakho kwimingxunyana yokukhupha umoya.

(g) libleyidi zezi feni zokukhupha nokufaka umoya mazenziwe ngezinyithi esingeyontsimbi.

(h) Akukho zixhobo zombane mazifakelwe kumagumbi okutshizela ngaphandle kwe:-

- (i) zibane zombane ezikhuselwe ngento engatshiyo
- (ii) ngcingo zombane ezikhuselwe konke ngeetyhubhu zesinyithi ezingenamququmbelo, ezijijwe ngezikrufu apho zidibana khona.
- (iii) izixhobo zombane ezingatshiyo ezisetyenziselwa ukukhutshwa nokufakwa komoya;

(i) Amagumbi okutshizela, iifeni nemingxunya yokukhupha nokufaka umoya mazigcinwe zingenazinto zinokutsha, zihlale zikwisimo sokusebenza maxa onke kwaye ukukwelwa okudinkekayo kwenziwe ngokuhambelana nesi sahluko kwaye kwenziwe ngezixhobo ezingeyontsimbi;

(j) yonke imigqomo, inkonxa okanye izikhongozelo ezinjalo ezinolwelo olunokutsha okanye izinto okanye ebezike zanoku ezingakhange zicocwe le gesi okanye kuthiwe azinabungozi, mazigcinwe zivalwe gingci xa zingasetyenziswa, kwaye mazithi emveni kokuba okungaphakathi kusetyenzisiwe zikhutshwe kwigumbi lokutshizela zibekwe kwindawo apho ngokokubona kwegosa lomlilo eliyintloko zingazukubangela ngozi, siphithikezi okanye phithikeza okanye thintela ukuphuma ngokukhuselekileyo kwabantu okanye ezinye izinto xa kungakho umlilo.

Isaziso sengozi ekungeneni

104. Amagama athi "INGOZI-AKUTSHAYWA" abhalwe ngazo zonke iilwimi ezithethwa kuloo masipala makaboniswe ngokucacileyo ngonobumba abangekho ngaphantsi kwe150mm ubude ngaphandle kwayo yonke indawo yokungena kwigumbi ngalinye lokutshizela kwaye makagcinwe kwezo ndawo kwaye ebonakala.

Apho iimpepha ze mvume zingadingeki khona

105. Izinto eziqulethwe kwizahluko ze138 ukuya kubalwa nese144 mazikukhalimele ukutshizwa ngolwelo olunokutsha kwaso nasiphi na isithuthi okanye kwayo nayiphi na into phandle emoyeni ukuba oko kutshiza kuphakathi komgama oli15m ukusuka emlilweni ophandle, esibaneni esiphandle okanye kwesinye isenzi esingavutisa olo lwelo lunokutsha okanye umophu walo.

Amagumbi okuxubela

106. Amalungiselelo ezahluko ze118, 125, 127 nese 132 makasebenze nezilungiso ezifanelekileyo kumakumbi okuxubela.

**AMALUNGISELELO APHO UDIDI B LOLWELO OLUNOKUTSHA
LUSETYENZISWAYO OKANYE LUPHATHWAYO**

107. Amalungiselelo esahluko se138 makasebenze nezilungiso ezifanelekileyo kuDidi B lolwelo olunokutsha.

Igesi ye-Petroleum enyibilikisiweyo

108. (1) Akukho mntu umakenze ukuba okanye avumele:-

- (a) ukuzaliswa kwaso nasiphi na isikhongozelo okanye isithuthi ngegese ye-petroleum enyibilikisiweyo nakwisiphi na isakhiwo nomhlaba waso;
- (b) ukusetyenziswa, ukuphathwa okanye ukugcinwa kwegesi ye-petroleum enyibilikisiweyo nakwisiphi na isakhiwo nomhlaba waso, okanye
- (c) ukusetyenziswa kwaso nasiphi na isithuthi sisetyenziselwa ukuhanjiswa kwegesi ye-petroleum enyibilikisiweyo nakwiyiphi na indawo kawonke-wonke.

Ngaphandle kokuba iimfuno zoMgaqo we-Petroleum yokuPhathwa, ukuGcinwa noKwabiwa kweGesi eNyibilikisiweyo ekuMiselweni kweMigangatho yaseMzantsi Afrika kwezseMakhaya, kwezRhwebo nakwezaMashishini sekunjelwene nazo nemvume ebhaliweyo ifunyenwe kwigosa eliyintloko lomlilo.

(d) Amalungiselelo endlela yokusebenza ahambelana nokuPhathwa, ukuGcinwa nokwaBiwa kwePetroleum kuquka neGesi yePetroleum eNyibilikisiweyo, ehlanganiswae Yi-Ofisi yokumisela umGangatho yaseMzantsi Afrika; Amacandelo I ukya ku VIII Amacandelo I no II, makahambelane nemiMmandla yolawulo yesigqeba kwaye makathathwe nje ngenxalenye yale Mithetho ka Masipala.

Izinto zokudlala ezizaliswe ngegese

109. (1) Akukho mntu umaka:-

- (a) zalise ngegese yehidrojini nayiphi na ibhaloni okanye esinye isixhobo ngaphandle kwemvume yegosa lomlilo eliyintloko.
- (b) sebenzise okanye abonise nayiphi na ibhaloni okanye esinye isixhobo esizaliswe ngegese yehidrojini ngaphakathi kwaso nasiphi na isakhiwo esi setyenziswa nje ngeklabhu apho uwonke-wonke akwaziyo ukungena khona: Kodwa ukuba ngaba ukusetyenziswa nokuthengiswa kwezi bhaloni zizaliswe ngegese yehidrojini ngesizathu semozulu, sobumzululwazi okanye sokufundisa mazingalelwa.

(2) Ngokwesi sahluko le ntetho ithi “igesi yehidrojini” ithetha nayiphi na imixube yeegesi apho kukho khona nehidrojini, ngaphandle kokuba loo mxube awunakutsha okanye udubule emoyeni.

IKHABIDE

Isiqinisekiso sobhaliso ngokunxulumene nendawo yokugcina

110. (1) Akukho mntu umakagcine okanye abeke ikhabide engaphezulu kwe900 kg nakwesiphi na isakhiwo nomhlaba waso, ngaphandle kokuba loo mntu unesiqinisekiso sobhaliso seso sakhiwo nomhlaba waso.
- (2) Akukho siqinisekiso sobhaliso masikhutshelwe ukugcinwa kwekhabide nasiphi na isakhiwo nomhlaba waso de amalungiselelo ale mithetho kamasipala kube kuhanjelwana nawo ngokunxulumene nesi sakhiwo nomhlaba waso.
- (3) Esi siqinisekiso:-
- (a) masixele ubuninzi bekhabide ekuvumeleke ukuba igcinwe kweso sakhiwo nomhlaba waso;
- (b) singakhutshwa ngokwemiqathango ebonwa ifanelekile siSigqeba kuqwalaselwe iimeko zesicelo eso.
- (4) Isiqinisekiso ngasinye esinjalo masisebenze de kube ngumhla wama31 kweyoMnga olandelayo.
- (5) Akukho siqinisekiso sobhaliso, ngaphandle kohlaziyo lawso, emasikhutshelwe nasiphi na isakhiwo nomhlaba waso de kube kuhanjiswa namalungiselelo esahluko se148 sibe neso sicelo sivunywe siSigqeba.

Ukucelwa kwesiqinisekiso sobhaliso

111. (1) Isicelo ngasinye sobhaliso sihamba nemali esekwe kuLudwe lweNkqubo III olu lapha, masenziwe sibhalwe phantsi kwifom ezakukhutshwa siSigqeba sikhutshelwa oko.
- (2) Kwizicelo ezo ngasinye masikhatshwe yiplani yesakhiwo nomhlaba waso isiqinisekiso eso esifunelwa sona, sizotywe kwisikali esingekho ngaphantsi kwe 1:100 sikwakhombisa nokuphakama kweso sakhiwo nomhlaba waso ngokunxulumene nezakhiwo eyamene nazo ngaphezulu okanye ngaphantsi komhlaba.
- (3) Isicelo ngasinye esilolu hlobo masikhatshwe kwakhona yiplani yesakhiwo ezotywe kwisikali esingekho ngaphantsi kwe1:500 emayicacise:-

(a) isakhiwo eso nomhlaba waso lowo nazo zonke izikwewu ezivulwkeyo namanani ezitendi zawo nezinto ezakhiwe ngazo okanye ezizakukwakhiwa ngazo;

(b) nezitendi ezisondelelene nazo nqgo namanani azo;

(c) namagana ezitrato eloyamene nazo inxiwa nelokishi elikoyo; ne

(d) ncam esemantla

(4) Apho iplani inxulumana nomhlaba osele ukho osele unaso nesiqinisekiso sobhaliso ngokwesahluko se147 nalapho kufunwa ukwenziwa khona izilungiso nezongezo, makungeniswe kuphela iplani yomphantsi kunye nesicelo eso nemali esekiweyo. Loo plani yomphantsi mayizotywe kwisikali esingekho ngaphantsi kwe1:100 kwaye masibonise ezi zilingiso nezonezo ngokunxulumene nesisakhiwo nomhlaba waso sele sikhona.

(5) Zonke iiplani mazi:-

- a. tyikitywe ngumnini sakhiwo okanye i-arhente yakhe;
- b. zotywe nge-inki yamaIndiya kwilineni yokuyila okanye izishicilelo ezicace gca kwilaphu elinomphantsi omhlophe; kwaye
- c. zipeyintwe ngemibala eqingqiweyo ngoluhlobo lulandelayo:

Iplani yesakhiwo:

Izakhiwo ezicetywayo okanye izilungiso: Bomvu

Ezinye izakhiwo else zikhona: Ngwevu okanye zingabi nambala

Iindawo ezingenanto zingapeyintwa

(6) Xa zivunyiwe, le plani okanye ezi plani zizakuba zezeSiqgeba.

(7) Ukuvunywa kweplani yesakhiwo nomhlaba waso makungarheshi nakancinci ukuba isiqgeba sizakuba nixanduva ngakwesisakhiwo nomhlaba waso.

(8) Ukuvunywa ngokwale mithethi kaMasipala kweziplani siSiqgeba makuphelelwe kuphuthe kanye ukuba amalungiselelo ale mithetho kaMasipala akuhanjelwananga nawo ungaphelanga unyaka emva kosuku lokuvunywa.

Imiqathango yesiqinisekiso sobhaliso

112. (1) Akukho mntu umakagcine okanye enze ukuba okanye avume kugcinwe ikhabide nokuba ingaganani na nakwisiphi na isakhiwo

nomhlaba waso engaphezulu kwesixa esixelwa kwisiqinisekiso sobhaliso seso sakhiwo nomhlaba waso.

(2) Nabani onesiqinisekiso sobhaliso esisemthethweni angasenza isicelo esibhaliweyo semvume yokonyusa ubuninzi bekhlabide engagcinwa ngokweso siqinisekiso kwiSiqgeba. Eso sicelo singavunywa siSiqgebe kuphela xa okokwanda kuvumelekile ngokwale mithetho kaMasipala. Xa iSiqgeba sisivumile isicelo esinje, loo mntu makanikezele isiqinisekiso sakhe kwisiqgeba sizokulungiswa.

Ukuhlaziywa kwisiqinisekiso sobhaliso

113. Isicelo sokuhlaziywa kwisiqinisekiso sobhaliso nasenziwe ungafikanga umhla we15 kweyeNkanga kunyaka ophambi kwa lo uhlaziyo lufunelwa wona, senziwe kwifom ekhutshwa siSiqgeba kwaye sikhathshwe yimali esekiweyo kuLudwe lweNkqubo III elapha. Akufuneki zi-plani zesakhiwo nomhlaba waso xa kuhlaziywa, ngaphandle kokuba iSiqgeba sizibizile.

Ukutshintshelwa komnye umntu kwisiqinisekiso sobhaliso

114. (1) Isiqinisekiso sobhaliso singathshintshelwa komnye umntu.
- (2) Umntu ofuna olu tshintsho makenze isicelo kwiSiqgeba kwifom ekhutshelwa oku siso.
- (3) Eso sicelo masikhathshwe yimali esekiweyo kunye nesiqinisekiso sobhaliso esinxulumene nesisakhiwo nomhlaba waso utshintsho olo lufunekela sona.
- (4) Isiqinisekiso sobhaliso asikwazi ukutshintshwa sisuswe kwesinye isakhiwo nomhlaba waso siye kwesinye.

Izilungiso nezongezo kwizakhiwo nemihlaba yazo ebhalisiweyo

115. Akukho zilungiso okanye zongezo mazenziwe nakwisiphi na isakhiwo nomhlaba waso eselesikhona esibhalisiweyo ngaphandle kokuba nade i-plani yenziwe yafakwa yaze yavunywa siSiqgeba ngokubhalwe phantsi.

Izicimi-mlilo

116. Umntu onikwe isiqinisekiso sobhaliso makafakele okanye enze ukuba kufakelwe kweso sakhiwo nomhlaba waso sikhutshelwe sona isiqinisekiso eso, kwindawo efikeleleka lula nebonakalayo edongeni okanye kwenye indawo efanelekileyo kungabikho ngaphantsi kwe im ngaphezu komgangatho wesakhiwo eso, ii-emele esiyi6 ezizaliswe ngesanti eyomileyo, esinombilini ongama91 inye, ezi-ipeyintwe amagama athi "UMLILO" bomvu ngazo zonke iilwimi ezithethwa

kumasipala walo ngingqi emagcinwe ecacile, ngokamalungiselelo eSahluko 2.

Imithetho emayithathelwe ingqalelo

117. Umntu makangagcini okanye enze ukuba okanye avume kugcinwe ikhabide nakwisiphi na isakhiwo nomhlaba waso sibhalisiwe singabhaliswanga, ngaphandle kokuba loo khabide igcinwe:-
- (a) endaweni ekufutshane ngokuyingozi emlilweni, kwidangatye, kumlilo omgakhuselekanga okanye kwesinye isenzi esingavuthisa ulwelo olunokutsha okanye igesi enokudubula;
 - (b) Endaweni eyomileyo nenomoya owaneleyo;
 - (c) Endaweni apho xa kunokuba khona umlilo okanye ugqabhuko dubulo, ukuphuma kwabantu okanye izilwanyana kweso sakhiwo nomhlaba waso kungenakuthinteleka okanye kuvaleleka;
 - (d) Kwizikhongozelo zesinyithi ezivaliweyo.

Ukuhlolwa kwesakhiwo nomhlaba waso

118. (1) Naliphi na igcisa lesiqgeba, nangasiphi na isizathu esihambelana nale mithetho kamasipala, nagaliphi na ixesha elifanelekileyo ngaphandle kwesaziso, lingangena nakwisiphi na isakhiwo nomhlaba waso sibuze imibuzo okanye sihlale loo ndawo ngokuba ebona kufanelekile.
- (2) Umnini okanye umhlali, ukuba abekho kweso sakhiwo nomhlaba waso, nabani na oqeshwe apho makathi xa exelelwa oko ligosa eligunyazisiweyo achaze ubukho bekhabide kweso sakhiwo nomhlaba waso, aphenyule yonke imibuzo enxulumene nokujongwa kwale mithetho kaMasipala okanye nemiqathango enxulumene nesiqinisekiso sobhaliso.

Ukwakhiwa kwsitori

119. Isitori nagsinye, igumbi ngalinye okanye isakhiwo ngasinye esisetyenziselwa ukugcina ikhabide engaphezulu kwe200kg mazi:-
- (a) be zakhiwe kakuhle ngento engatshiyo;
 - (b) be zakhiwe ngendlela zibe kwisimo apho zonke izinto ezilapho zihlala zomile maxa onke;
 - (c) nemingxunya yokufaka nokukhupha umoya eyaneleyo ukuthintela ukwanda kwegesi enokutsha nenokudubula;

- (d) be zakhiwe kwindawo apho iigesi eziphuma apho zingenakudibana namlilo, dangatye, sibane singakhuselwanga okanye nesinye isenzi esingenza ukuba igesi enokutsha okanye edubulayo zibaseke;
- (e) ngabi nandawo ivulekela okanye inxibelelana nelinye igumbi okanye isakhiwo apho kuhlala khona abantu okanye lisenyenziselwa ukudibenela ngabantu okanye kugcinwa khona izilwanyana;
- (f) be zakhiwe ngendlela okanye zibekwe endaweni engenakuba nabungozi bomlilo, idangatye, isibane esingakhuselwanga okanye isenzi esingabasa igesi enokutsha okanye edubulayo;
- (g) be zakhiwe kumgangatho ophantsi:

Esi sitori, eligumbi okanye isakhiwo esisetyenziselwa ukugcinwa kwekhabide engaphezulu kwe200kg, ngaphandle kokuba simiswe kumgama ongekho ngaphantsi kwe30m ukusuka kwesinye isakhiwo, masakhiwe ngezitwna okanye ngesamente sibe nophahla olwakhiwe ngento engatshiyo singabi nandawo ivulekela okanye inxibelelana naliphi na elinye igumbi okanye nasiphi na esinye isakhiwo.

Isaziso sengozi esitorini

120. Akukho mntu umakasebenzise okanye enze ukuba okanye avume kusetyenziswe nasiphi na isitori okanye naliphi na isumbi okanye nasiphi na isakhiwo ukugcina ikhabide engaphezulu kwe900kg ngaphandle kokuba nade abe amagama athi "INGOZI-IKHABIDE" apeyintiwe ngonobumba abangekho ngaphantsi kwe150mm ubude kwaye afundekayo ngazo zombini iilwimi ezisemthethweni kumphandle wocango lwesitori, igumbi okanye isakhiwo ezo. Esi saziso masigcinwe sibonaka kulo ndawo maxa onke.

Ukucoceka

121. Akukho mntu umakagcine, asebenzise, athengise okanye azise ngokuthengiswa kwekhabide engacocekanga ukuthengiswa; Ngaphandle kokuba ikhabide engacocekanga engenazihydrojini efosforeyithiweyo okanye esilikherethiweyo ezisisixa esingenza ukuba ukuba igesi eyenziweyo izivuyhele, mayithathwe njengecocekele ukuthengiswa ngokulungiselelwe esi sahluko.

Ukuthinjwa nokususwa kwekhabide

122. Apho naliphi na igosa eligunyazisiweyo leSiqgeba likholelwa ekubeni ukugcinwa kwekhabide kunxamnye namalungiselelo ale mithetho kaMasipala, angayithimba ayivalele loo khabide kwaye angadinga ukuba umnini okanye umhlali okanye ukuba akukho nomnye wabo

kwisakhiwo nomhlaba waso, nabani na oqeshwe apho ukuba avalele loo khabide ikweso sakhiwo nomhlaba waso okanye esyinye esiphantsi kolwulo lwakhe, ikanye okanye ayisuse kweso sakhiwo nomhlaba waso ngendlela athanda ngayo, okanye abona izakuba yingozi encinane ngakhona kukhuseleko lukawonke-wonke, aze ayivalele okanye athabathe amanyethelo angamanye angadingeka ukukhusea uwonke-wonke.

Ukwaphulwa kwemiqathango

121. Nabani na owaphula imiqathango eqiniselwe kwisaziso solawmkelo okanye kwisiqinisekiso sobhaliso ezikhutshwe ngokwale mithetho kaMasipala, makabe netyala nkokwale mithetho kaMasipala.

Izohlwayo

123. Nabani na owaphula nawaphi na amalungiselelo esi sahluko unetyala kwaye angagwetywa:-

(a) isohlwayo esingekho ngaphezulu kweR100, okanye angabhatala, ngokuvalelwa isithuba esingangenyanga ezintandathu okanye ohlwaywe ukuvalelwa isithuba esingekho ngaphezulu kwenyanga ezintandathu ngaphandle kokokhethiswa ukubhatala; kwaye

(b) kwisithuba setyala eliphindayo okanye eliqhubekayo, isohlwayo esingekho ngaphezulu kweR10 usuku ngalunye liqhubeka eli tyala, okanye angabhatala ngokuvalelwa isithuba esingekho ngaphezulu kweenyanga ezintandathu, okanye zombini isohlwayo nokuvalelwa.

Ukurhoxiswa kweMithetho kaMasipala

134. Amalungiselelo ayo nayiphi na imithetho kamasipala ahmbelana nolwelo olunokutsha nezinye izinto eyenziwe ngumasipala angarhoxiswa kuphela xa enxulumene nemiba elungiselelwe kule mithetho kamasipala.

Isihloko esifutshane

Le mithetho kamasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kamasipala yoLwelo olunoKutsha nezinye izinto.

No. 14

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIPALA YOLWAKHIWO

IMITHETHO EYILWAYO

IMITHETHO KAMASIPALA YOLWAKHIWO

Kwaziswa ngokwecandelo le-13 loMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala, 2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ukuba uMasipala waseMbizana upapasha imiThetho kaMasipala yoLwakhiwo encedisana nekwahambelana nemiGaqo yoLwakhiwo kaZwelonke kunye noMthetho wemiGangatho yoLwakhiwo, 1977 (uMthetho we-103 ka-1977) kunye nemiGaqo evunye nguMasipala wooMasipala, njengoko icaciswe apha ngezantsi:

I-INDEKSI

ULWAKHIWO

Ingcaciso

INDawo I: Uphokelo lwezakhiwo, iiveranda, iibhalkhoni, izibonisi zokuthile nezikhanyisi zeendlela zabahambi ngeenyawo.

2. Imvume efunekayo.
3. Imithetho yokwakhiwa kweendawo eziphokeleyo
4. Iintsika zangaphandle endlwini.
5. Iibhalkhoni neefestile eziphokeleyo.
6. Iziseko zeentsika, iintsika zangaphandle ezisicaba, iibhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga.
7. Iiveranda ezirhangqe iikona.
8. Ukuvuleka kweendlela zabahambi ngeenyawo.
9. Ulungiso, ukususwa nokuqeshiswa kophokelo lwezitrato.
10. Iintloko zezinto ezincedisa kwizakhiwo, oomatshini bokuhambisa izinto ezinzima namaqonga asetyenziswa xa kusakhiwa.
11. Iindlela zeenyawo okanye iindlela zabahambi ngeenyawo ezenziwe ngezilebhu.
12. Ukutyalwa kwezityalo kwiindlela zeenyawo kunye neendlela zeenyawo ezisecaleni kwendlela.
13. Iibhulorho ezincinci zesitrato.

(i) INDawo II: Izibonisi zokuthile kunye nokubekwa kweebhodi ezinkulu zeentengiso

14. Ukufaka izicelo zezibonisi zokuthile
15. Ingcaciso.
16. Ukulungiswa kwezibonisi zokuthile nokubekwa kweebhodi ezinkulu zeentengiso.
17. Izibonisi zeentengiso nokubekwa kweebhodi ezinkulu zeentengiso ezirhafelwayo.
18. Izibonisi ezinqandayo.
19. Izibonisi ezijinga phantsi kweeveranda eziphezu kwezitrato.

20. Izibonisi ezikwiiveranda eziphezu kwezitrato.
21. Izibonisi eziphokeleyo.
22. Izibonisi ezisicaba kwizakhiwo.
23. Izibonisi ezibhabha phezulu.
24. Izikhanyisi ezijingayo neendawo ezixineneyo.
25. Iindawo ezibufihlakala.
26. Ukuxhonywa kweebhodi ezinkulu zezaziso kunye nokubekwa kweebhodi ezinkulu zeentengiso.
27. Ukuhombisa ngexesha lokuzonwabisa kukawonkewonke.
28. Imiboniso.
29. Izibonisi ekungafanelekanga ukuba zixhonywe kwiintsika zeeveranda.
30. Izibonisi ezithathwa njengeziqeshwa ngokuzithandela.
31. Iipowusta.

**INDAWO III: Izinto eziqeshwayo, iintlawulo, iidiphozithi nezohlwayo.
ImiQathango Gabalala**

32. Ukuhlawula kweentlawulo neediphozithi.
33. Iintlawulo zeenkonzelo ezizodwa.
34. Iintlawulo ezongezelelweyo zoqeshiso olutsha.
35. Izohlwayo gabalala.

ULWAKHIWO

1. Iingcaciso

1.1 Kule miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into:-

“**ibhalkhoni**” ithetha nayiphi na indawo ephakamileyo efanayo neveranda ephambi kwawo nawuphi na umgangatho wokuphakama kwendlu okwinqanaba eliphezulwana, nokuba inophahla na okanye hayi;

“**igumbi elingaphantsi endlwini**” okanye “**igumbi lokugcina iwayini**” lithetha nawuphi na umgangatho wokuphakama kwendlu wesakhiwo ongaphantsi komgangatho wokuphakama kwendlu ongaphantsi komhlaba;

“**ulwakhiwo lomgangatho wasentlalweni**” luthetha nasiphi na isakhiwo esakhelwe ukuhlalwa ngabantu okanye ngeenjongo zokusetyenziswa entlalweni, kuqula izakhiwo zangaphandle zeendawo ezihlala abantu, izibhedlele, izikolo, iindawo zokufotela nezitali;

“**ulwakhiwo lomgangatho wemizi-mveliso**” okanye “**umzi-mveliso**” uthetha into efanayo naleyo ikuMthetho weMizi-mveliso;

“ulwaxhiwo lomgangatho weeofisi” uthetha naziphi na izakhiwo ezisetyenziselwa iiofisi;

“ulwaxhiwo lomgangatho weendawo zokugcina iimpahla” luquka nasiphi na isakhiwo esisetyenziselwa izaphulelo, ukugcinwa okanye ukuveliswa kwemveliso, kuquka amaziko okumpompa, izindlu zamandla ombane, iimakethi kunye nezinye izakhiwo ezithatha umthamo ongaphezu kweetyhubhikhi eziyi 4500m³ nezingezozakhiwo zikawonkewonke zingezizo nezakhiwo zase ntlalweni;

“uMasipala” uthetha uMasipala woMasipala waseMbizana;

“umthamo wetyhubhikhi” njengoko usetyenziswa kulinganiso lwesakhiwo, uthetha indawo ekumphandle womgangatho (indawo ephantsi enyathelwayo) wowona mgangatho wokuphakama uphantsi;

“injineli” ne-**“njireli kaMasipala”** ithetha umntu obambe eso sithuba okanye ophethe kuloo magunya, ithuba elithile, ngokubhekiselele kumasipala;

“udonga lwangaphandle” luthetha udonga lwangaphandle okanye umphandle omileyo waso nasiphi na isakhiwo, ingelodonga olwahlula izakhiwo / amagumbi amabini, nangona ludibana nodonga lwesinye isakhiwo;

“ukukwazi ukumelana nomlilo” okusetyenziswe xa kuthethwa ngayo nayiphi na into kubhekisa koku kulandelayo:-

- (a) Iintsika zentsimbi nezentsimbi eqinileyo, izakhelo zentsimbi okanye iifreyimu zodonga xa zifakwe iSamente, ikhonkrithi okanye nayiphi na enye into ekwaziyo ukumelana nomlilo;
- (b) ikhonkrithi evunywayo, eneSamente okanye iSamente, amatyana amancinci, ingququ yezitena zesamente, ingququ okanye amatye nezinto zokwenza isiseko sendlela, ikhonkrithi eyenziwe yaqina nemicu yeasbestos;
- (c) kwimeko yezitephusi, ngaphandle kokuba kunikwe eminye imigqaliselo, ukhuni oluqinileyo olunomphezulu wezitephusi neendawo zokubambelela xa unyuka izitephusi ezinobudeki obungekho ngaphantsi kwee-50mm, kunye nendawo engaphantsi ekhuselwe ngento exeliweyo ekwaziyo ukumelana nomlilo;
- (d) ukhuni oluqinileyo oluvunyiweyo, ngaphandle kokuba luxeliwe, xa lusetyenziswa njengezixhasi zezakhiwo okanye iipali ezixhasayo okanye zidibanise intsimbi okanye intsimbi eqinileyo, le ntsimbi

okanye intsimbi eqinileyo (ukuba ikhona) ibe ikhuselwe ngokubhijelwa ngokuthile okanye ngokogqunywa ngento engatsali mbane, ezibudeki bazo bungekho ngaphantsi kwee-50mm;

- (e) kwimeko yomgangatho (indawo ephantsi enyathelwayo), izitena zesamente ezincinci, iithayili, itherakhotha (udongwe olomisiweyo) okanye ikhonkrithi, enobudeki obungekho ngaphantsi kwee-102mm xa idityaniswe nentsimbi okanye intsimbi eqinileyo, ikhonkrithi eyenziwe yaqina enobudeki obungekho ngaphantsi kwee-100mm;
- (f) kwimeko yamaphahla, izitena zesamente ezincinci, ikhonkrithi, itherakhotha okanye ikhonkrithi eyenziwe yaqina kunye namazinki;
- (g) kwimeko yeendonga zangaphakathi, ikhonkrithi, itherakhotha, izitena zesamente ezincinci eziseludongeni, iKhonkrithi eyenziwe yaqina isenziwa ngezinye izinto ezingatsali mlilo ezinobudeki obungekho ngaphantsi kwee-102mm
- (h) kwimeko yeengcango ezikhazimlayo ezingayingenisiyo idrafti nomsi ngokunjalo nakwimeko yokukhazimla kweefestile zangaphakathi, iifestilana ezincinane eziphezu kweminyango (okanye kweefestile) okanye ukwahlulwahlulwa kwezindlu kunye neendawo ezivulekileyo eziya kwiindawo zeekhetshi (zeelifiti) okanye zezitephusi ezicacisiweyo okanye ezifunwa yimiGaqo yoLwakhiwo kaZwelonke, ubudeki obunye okanye iglasi enombane efakelwe uluthi olungekho ngaphantsi kwee-6mm olufakwe ngezikhonkwane ezijikeleziswayo zenkcenkce ngokwezitayili namangqameko amacango kwanakwiipaneli ezinamacala angekho ngaphezu kwee-750mm nee-600mm;
- (i) kwimeko yeengcango-
 - (i) iingcango ezenziwe ngentsimbi elungiselelwe ukuhombisa okanye inkcenkce yokuhombisa ucango engekho ngaphantsi kobudeki bee-6mm inezitayile namangqameko angenakunjinga kungaphantsi kwamacala azii-750mm nee-1 050mm, kwiihenjisi ezizinzileyo zentsimbi ehonjisiweyo okanye iziseko zeentsika ezakhelwe eludongeni zaza zaqiniswa ngeebholthi phezulu nasezantsi; okanye
 - (ii) iingcango ezogqunywe ngezinki ezineebhodi ezilungisiweyo zahonjiswa zaza zohlulwa zaphawulwa ngokucandwa kwiiengile eziphakathi naphakathi, zabethelelwa zaza zaqiniswa ngezikhonkwane zentsimbi ehonjisiweyo, ezingenaphaneli ezitshonisiweyo, zaza zogqunywa ngokupheleleyo ngentsimbi ethintsiweyo yezinki elingekho ngaphantsi kwee-0,5mm, okanye ezinobukhulu obungekho ngaphezulu kwamacala azii-350mm nee-500mm. Ezineejoyinti eziweldiweyo, ezingekho ngaphantsi

kobubanzi obuzii-10mm kungqameko lweengcango ezogqunywe ngamazinki aguqulwe ubuncinane bee-50mm kubuso ngabunye. La mazinki makabotshelwe kufuphi nocango ngezikhonkwane ezijikeleziswayo okanye izikhonkwane ezitsolo ezinobuncinane bobude obuzii-20mm. Ubudeki bamacango anjalo mabungabi ngaphantsi koku kulandelayo:

Kwiindawo ezivulekileyo:-

Ukuya kutsho kwii-2,5m², 45mm

Ukuya kutsho kwii-3, 25; 65 MM

Ngaphezu kwee-3.25m²; 90mm

Konke ukubotshwa, iihenjisi okanye iibholithi mazibholithwe kulo lonke ucango.

Zonke iziteyipla zeehenjisi okanye izibopheleli zodonga mazakhelwe kwizitena zesamente ezincinci eziseludongeni:

Okanye

(ii) iingcango ezinemigubasi yentsimbi okanye intsimbi eqinileyo efakwe ikhonkrithi eqinileyo enobudeki obuzii-75mm efakwe kumbindi onocango lweentsimbi oluqiniselwe kungqameko nezitayile zamacango. Iingcango ezikwaziyo ukumelana nomlilo, ukuba zineehenjisi, zona mazithi, ukuba ukuba azinandawo iphokeleyo, maziqiniselwe kwimigubasi eneentsimbi ezihonjisiweyo ezinika ithuba lokuvuleka nokuvaleka kwee-50mm okanye zabotshelwe ngqo kudonga lwezitena zesamente ezincinci. Makungenzeki nanini ukuba izibambi, iibhloko, imigubasi okanye ezinye izinto zobuchule ezinokutsha okanye izinto ezitsha lula, zisetyenziswe zinxibelelane nocango olukwaziyo ukumelana nomlilo (ngaphandle koqhagamshelo oludibaniseka nezinye izinto);

(j) nayiphi na enye into ehambelana nenombolo 476 yeSABS kunye nazo naziphi na izongezo okanye izilungiso ezifanelekileyo;

(k) igama "ulwakhiwo lomathshini wokugraya" liya kusetyenziswa xa kuthethwa ngemigangatho (indawo yokunyathela) kunye neesilingi zezakhiwo okanye iinxenye zezakhiwo, ezisetyenziselwa ukwakha iindawo zokugraya. Amalungu olwakhiwo axhasa loo migangatho (ezo ndawo zokunyathela) nezo silingi makenziwe ngezinto ezikwaziyo ukumelana nomlilo ekufuneka phezu kwazo kubekwe amaplanga anobudeki obungekho ngaphantsi kwee-75mm kunye nezinye izinto zokuxhasa nokuhombisa okanye okunye nje ukudityaniswa;

"umgangatho wokuqala" uthetha umgangatho olandela ngqo emva kwalo ungongaphantsi;

“umphambili” njengoko usetyenziswa kwindlu yasekhaya uthetha laa ndawo ijonge esitratweni, okanye, kwimeko yaso nasiphi na isakhiwo esingasemva okanye esixokonyezelwe ecaleni okanye sangadityaniswa kuloondlu sixhokonyezelwe kuyo, uthetha le ndawo inkulu yesakhiwo inefestile, uqonde ukuba le nto isenokungangeni kumagumbi angekho ngaphezu kwesithathu ngenani, axokonyezelwe ngasemva kwisakhiwo esingundoqo, atsho abe ngaphambili, yaye enze okanye alungiselelwe ukwenza inxenye yeso sakhiwo sinjalo;

“umgangatho ongowona uphantsi” uthetha loo mgangatho wesakhiwo apho kukho isango elingenayo lisuka ngaphandle okanye elikufuphi nomgangatho womhlaba ekuhanjwa kuwo, yaye, apho imigangatho enjalo mibini, lowo ungaphantsi kuleyo mibi: ukuba nje akukho mngangatho onendawo yawo yokunyathela engaphezu kwe-1,2m phantsi kwenqanaba lendlela yenyawo engena kuwo, kufuneka waziwe njengomgangatho ongowona uphantsi.

“imiphakamo” njengoko isetyenziswa kwizakhiwo, mayilinganiswe ukusukela kwinqanaba longqameko lwendlela yeenyawo, okanye ukuba akukho ngqameko lwendlela, kwinqanaba eliqhelekileyo lomhlaba ongaphambi kombindi weso sakhiwo apho kudibana khona nodonga. Kwimeko yezakhiwo ezinamagumbi akuphahla lwazo, makulinganiswe umphakamo ukuya kutsho kwisilingi yaloo magumbi, imiqathango yokulinganiswa kobude, ngaphandle kokuba kukho enye indlela ezicaciswe ngayo ezo zinto ngokweeyunithi zokulinganisa ze-S.I. ezisebenzisa imetriki.

“isakhiwo esitsha” sithetha:-

- (a) nasiphi na isakhiwo okanye naziphi na iinguqulelo okanye izongezo kwisakhiwo esele sikho.
- (b) nasiphi na isakhiwo esiye sachithwa, satshiswa okanye satshatyalaliswa ngaphezu kwesiqingatha setyhubhikhi yaso saza savuswa ngokutsha okanye apho sele kuqaliswe noko kuvuswa kwaso emva kwalo mhla;
- (c) nasiphi na isakhiwo esinetyhubhikhi yaso eye yandiswa, emva kwaloo mhla, ngexabiso elilingana netyhubhikhi yesakhiwo eso njengoko besisiso phambi kolo lwandiso;
- (d) nasiphi na isakhiwo ekongezwe kuso umgangatho ongaphezulu;

- (e) nasiphi na isakhiwo esiguqulwe uhlobo esakhiwe ngaso ukuze silungele nayiphi na injongo eyahlukileyo kuleyo sasakhelwe yona kuqala.

“umhlali wendlu” uquka nawuphi na umntu ongoyena uhlala kumhlaba okanye endaweni kungakhathaliseki nokuba uhleli ngaliphi na igunya, nakwimeko apho loo ndawo yahlulahlulwayo ize iqeshiswe kubaqeshi bethutyana okanye abaqeshi ngabaqeshi abarentayo, umntu ofumana imali yerenti ehlawulwa ngabo baqeshi bethutyana okanye abaqeshi abarentayo, nokuba ihlawulwa kwiakhawunti yakhe okanye abe yena emele nawuphi na umntu ofanele ukufumana imali leyo okanye onebango kuyo;

“umnini” njengoko esetyenziswe ngokubhekiselele kuwo nawuphi na umhlaba okanye iindawo, kuquka nawuphi na umntu ofumana iirenti okanye iingeniso zaloo mhlaba okanye iindawo kwabo bantu barentayo okanye bahlala apho, okanye onokufumana ezo renti nezo ngeniso ukuba loo mhlaba okanye loo ndawo ibiqeshiswa, nokuba uyifumanela kwiakhawunti eyeyakhe, okanye njengommeli wakhe nawuphi na umntu onelungelo okanye umdla kuloo mali;

“umnini okanye umhlali” okanye amanye amagama athetha umntu ongumnini okanye umhlali kuyo nayiphi na indawo, ngokunjalo negama “umntu”, ngenjongo yokunyanzelisa iintlawulo zezohlwayo ngokwale miThetho kaMasipala, kule meko yomzi-mveliso okanye yentsebenziswano, naliphi na ilungu elinye okanye nangaphezulu kuloo mzi-mveliso okanye loo ntsebenziswano, kwanakwimeko yayo nayiphi na inkampani, nawuphi na umntu ongenguwo loo mzi-mveliso okanye intsebenziswano ngokwentsingiselo eqhelekileyo yala magama, umabhalane okanye umlawuli, wenkampani leyo okanye isigqeba, okanye xa kunokungabikho mabhalane okanye umlawuli, naliphi na ilungu lebhodi yabalawuli okanye ikomiti yenkampani okanye iqumrhu elinjalo.

“isakhiwo sikawonkewonke” sithetha isakhiwo esisetyenziselwa okanye esakhelwe, salungiselelwa, esifanele okanye esilungiselelwe ukusetyenziswa, nokuba kungokuqhelekileyo okanye ngamaxesha athile yaye iyonke okanye inxenye yayo iyindawo kawonkewonke yokudibana, yabantu abangeniswa apho ngetikiti okanye enye indlela, nokuba elo tikiti liyahlawuliswa na okanye hayi. **“iiholo”** ezenziwe zabandakanyeka kuso neziyinxalenye yehotele okanye indawo yokuzonwabisa, mayingabekwa njenge-**“sakhiwo sikawonkewonke”** ukuba ayisetyenziselwa injongo ecaciswe kwimihlathi (a) no(b). Izakhiwo zikawonkewonke ziquka:-

- (a) iholo yemidlalo yeqonga, kuquka indlu yeopera, indlu yemidlalo yeqonga okanye nasiphi na isakhiwo esisetyenziselwa okanye esakhelwe ukuba

sisetyenziselwe ukonwabisa ababukeli, nesineqonga apho imiboniso okanye izixhobo zemidlalo yeqonga ezisetyenziswa kulo, ngokunjalo nendawo ephambi komkhusane waseqongeni kunye kunye nomkhusane waseqongeni njengoko kuyimfuneko okanye kucacisiwe kule miThetho kaMasipala. Iholo yemidlalo yeqonga ingasetyenziselwa zonke iinjongo esinokusetyenziselwa zona isakhiwo sikawonkewonke;

- (b) iholo yesinema inokusetyenziselwa zonke iinjongo esinokusetyenziselwa zona isakhiwo sikawonkewonke, ngaphandle kwezo zixelwe kumhlathi (a), ngaphandle kokuba iyilwe yakhiwa ngaloo ndlela ifunwa ikwacacisa yile miThetho kaMasipala;
- (c) iholo yekhonsathi, yomdaniso webholrum, iholo yokufundisela, igumbi lemiboniso yokuphathekayo, icawa, itshapheli okanye enye indawo ekubhedshelwa kuyo luluntu, enokusetyenziselwa zonke iinjongo esinokusetyenziselwa zona isakhiwo sikawonkewonke, ngaphandle kwezo zibekwe kwimihlathi (a) no(b) ngaphandle kokuba iyilwe yakhiwa ngaloo ndlela ifunwa ikwacaciswa yile miThetho kaMasipala;
- (d) iholo eziphakathi esibhedlele, ekholejini okanye esikolweni, ezinokusetyenziselwa nayiphi na injongo ngokwemihlathi (a), (b) no(c);
- (e) intente, igumbi ekudutyulelwa kulo, isekhasi neqonga okanye indawo eyogqunyiweyo ekunokuhlala kuyo abantu abaninzi, ndawo leyo inokusetyenziselwa le njongo ixeliweyo;

“umgangatho wokuphakama kwendlu” uthetha umphakamo ongekho ngaphezu kwee-6m kumgangatho ongowona ungaphantsi kunye nee-4,5m kumgangatho ongaphezu kwalowo;

“isitalato” siquka nasiphi na isitalato, isikwere, indlela, icala lendlela, indlelana, iavenyu, ibhulorho, indlela ecanda phakathi kwezindlu okanye ipaseji kawonkewonke;

“ixabiso lenkonzo” ixabiso leentlawulo njengoko libekwa ngumasipala amaxesha ngamaxesha, ngokweCandelo lama-74 loMthetho wama-34 kaRhulumente waseKhaya: iiNdlela zooMasipala ka-2000

“owona mgangatho uphezulu wendlu” uthetha owona mgangatho usencochoyini kwisakhiwo, nokuba wakhiwe ngokupheleleyo na kuphahla okanye hayi, kwanokuba sisetyenziselwa okanye sakhelwe ukuhlalwa ngabantu na okanye hayi;

“iveranda” ithetha nayiphi na indawo enophahla enamacala nomphambili ovuleke ngenge ngaphandle kwaxa ixhaswe kumphambili womgangatho ongowona uphantsi wesakhiwo naphezu kwendledlana yeenyawo esesitratweni;

“ububanzi” ngokubhekiselele kwisitalato, buthetha umlinganiso ngokweekona (iirayithi engile) ekuyeni naphakathi kwemida yezitendi ezayame kweso sitalato nakumacala ajongeneyo aso.

INDAWO YOKU-I

INDAWO I: UPHOKELO LWEZAKHIWO, IIVERANDA, IIBHALKHONI, IZIBONISI ZOKUTHILE NEZIKHANYISI ZEENDLELA ZABAHAMBI NGEENYAWO.

Imvume efunekayo

2. (1) Akukho zikholoneyidi, ziveranda, zibhalkhoni, zifestile ziphokeleyo, zikhanyisi zendlela yabahambi ngeenyawo, iiglasizinto eziboniswayo, okanye ezinye iindawo eziphokela ngaphezu okanye kuyo nayiphi indawo yesitalato, yaye akukho ndawo ivulekileyo yabahambi ngeenyawo esesitalatweni okanye ephantsi kwaso nasiphi na isitalato ekufuneka yenziwe okanye yakhiwe ngaphandle kwemvume kaMasipala ebhaliweyo.
- (2) UMasipala unokusebenzisa amagunya akhe ukwala naloo mvume okanye ayinike nokuba akabekanga miqathango na okanye ngemiqathango ethile aze afune intlawulo yaloo nyaka okanye esinye isixa okanye ukwenziwa kwaloo misebenzi okanye inkonzo njengoko uMasipala kufuneka enze njalo kwimeko nganye kuqala aze akhangele ngokwamaxabiso eentlawulo.
- (3) Intlawulo ezinjalo mazihlawulwe kwangaphambili ekuqaleni konyaka ngamnye okanye ithuba ngalinye elibekwe nguMasipala aze umnini wesakhiwo okanye uphokelo abe noxanduva lokuhlawula iidiphozithi, iimali ezihlawulwayo neerenti zolo phokelo ngokwale miThetho kaMasipala.

Imithetho yokwakhiwa kweendawo eziphokeleyo

- 3 (1) Uyilo, indlela yokuma kunye nokwakhiwa kweeveranda, iibhalkhoni, iifestile ziphokeleyo, nezinye iindawo eziphokela phezu kwezitalato zikawonkewonke, mazibe zezanelisayo nezikumanqanaba anikwe nguMasipala
- (2) Zonke iiveranda, iibhalokhoni, iifestile eziphokeleyo nazo naziphi na ezinye izinto eziphokele kanjalo mazakhiwe ngezinto ezikwaziyo ukumelana nomlilo kuphela, yaye mazogqunywe ngononophelo ngeplasta, isamente, iasbhestosi okanye ulwantwentwe lwentsimbi olubekwe lwathi nca okanye logqunywa ngophahla lokhuselo, ologqunyiweyo, zangathi yibhokisi yokukhusela izinto zexabiso okanye zimiswe ngeendlela yeephaneli yaye zixhaswe ngezixhasi ezidibanisa udonga nebhalkhoni eziqiniswe ngekhonkrithi, indawo yesakhiwo eyenziwe ngamatye nesamente okanye ezinentsimbi engatsali mlilo.
- (3) Ukuba kusetyenziswe izinki njengophahla lweeveranda, loo ndawo ivelileyo mayipeyintwe.
- (4) Ngaphandle kokuba uMasipala uboniswe isizathu esivakalayo sokungenziwa kwaloo nto, iveranda ephezu kwesitalato sikawonkewonke mayisondele kangangoko ekulandeleni umgca, iinkcukacha zomphakamo wezo veranda idityaniswa kuzo.

Iintsika zangaphandle endlwini

4. (1) Ngaphandle kokuba loo ndawana kamasipala icaciswe nguMasipala amaxesha ngamaxesha, akukho zintsika zaveranda mazivunyelwe ukuba zimiswe kuso nasiphi na isitalato okanye indlela yeenyawo.
- (2) Akunakuvunyelwa nakuyiphi na imeko ukuba iintsika ezikwindlela yeenyawo zibe nobubanzi obungaphantsi kwee-2.6m.
- (3) Iintsika azinakubekwa, naphantsi kwayiphi na imeko, zibe ngaphezu kweemitha ezintathu (3m) ukusuka kwisakhiwo esilinganiswe kusukwa kumphandle weentsika ezo, yaye zingenakubekwa kwindawo engaphantsi kwee-3m ukusuka phakathi ukuya embindini.
- (4) Akukho ntsika inokubekwa kuyo nayiphi na indlela yeenyawo ekwikona yesitalato ngaphaya kolungelelaniso lwesakhiwo, yaye kungekho nxenye yayo nayiphi na iveranda emayibekwe kwindawo engaphantsi kwee-600mm ngasemva ukusuka kungaqameko olungaphambili lwalo naluphi na ungqameko lwendlela.

- (5) Akukho ntsika zihamba ngambini emazivunyelwe.
- (6) Apho iiveranda zixhaswe ziintsika, ezo ntsika mazingabinazi-ari zisisikwere kunekho naziseko emaziphokele ngaphezu kwee-50mm ngaphaya kwedayamitha esemazantsi, yaye kungenakubakho icala elingqalileyo elisiseko salo sidlula ii-350mm.
- (7) Apho imo yentsika iluhlobo olungaphelelwa xesha, incopho mayibe nezihombiso ezinokhuselo olufanelekileyo yaye mazibe nendawo eintloko nesisiseko ezimi ngendlela efanelekileyo.
- (8) Iintsika, kuquka iintloko neziseko zazo mazingabikho ngaphantsi kwee-3m yaye zingabi ngaphezu kwee-3,6m ngomphakamo, ziphinde zingagqithi kwii-405m kuquka nesiseko sentsika yangaphandle.
- (9) Akukho zipali okanye iintsika emazivunyelwe kwizitalato apho isizathu sendlela yeenyawo okanye indlela esecaleni komgaqo eneentambo zombane okanye enokuba neentambo zombane, imibhobho okanye iinkonzo zoluntu, ngaphandle kokulungiselelwe apha, ukubekwa kweentsika okanye iipali makuthathwe njengento ekucetyiswa ukuba ingenziwa.
- (10) Kwizitalato, iiveranda, iibhalkhoni okanye olunye uphokelo phezu kwezitalato olunjalo oluvumelekileyo maluxhaswe ngohlobo lwezixhasi ezidibanisa iibhalkhoni namadonga, zixhasi ezo zenziwe ngekhonkrithi eyenziwe yaqina okanye ngentsimbi.
- (11) Ubuncinane bomphakamo ukusuka kwindledlana yeenyawo esecaleni kwendlela okuya kwicala langaphantsi lesixhasi ngasinye esidibanisa ibhalkhoni nodonga mababe ziimitha ezintathu (3m).
- (12) UMasipala angavumela ukwakhiwa kweentsika zeveranda zezitalato emva kokubhaliswa kwesivumelwano setayityile yendlu enodonga olwayame kolwenye indlu, sivumelwano eso esityitywe kunye nengqina elisemthethweni, isesokusetyenziswa kwetayitile yaloo ndlu inodonga olwayame kolwenye indlu, apho umnini waloo ndlu inodonga olwayame kolwenye indlu evuma ukuthwala iindleko zawo nowuphi na umsebenzi wokuqhagamshelwa kweekheyibhile zombane, imibhobo, okanye eminye imisebenzi okanye iinkonzo zikamasipala eziyimfuneko kolo lwakhiwo, ubukho, ukulungiswa okanye ukususwa kwezo ntsika zeveranda, iindleko zaloo tayitile yokwenziwa komsebenzi mazijongane nomnini waloo ndlu inodonga olwayame kolwenye indlu.
- (13) Ngaphandle kwemeko yeentsika zelitye elidityanisiweyo, iintsimbi okanye imibhobho yentsimbi elungiselelwe ukuhombisa okanye ezinye izixhasi

ezimileyo ezinamandla oneleyo, mazidityaniswe nendlu leyo kuzo zonke iintsika zekhonkrithi, zelye okanye zezitena zesamente ezincinci eziseludongeni, yaye mazidityaniswe ngokuqinileyo ngaphezulu kwesi sakhiwo singaphezulu nasemazantsi eziseko (eefawundeyishini), ngeebholithi, iidoweli okanye ezinye iindlela ezinjalo zokudibanisa.

- (14) Kwimeko yeentsika zelye elidityanisiweyo, makufakwe iibholithi okanye iidoweli ezinedayamitha ebuncinane buzii-15mm yaye zifakwe ngobuncinane bee-150mm kwishafti yentsika zize ziqinise ngokwanelisayo.
- (15) Ezo bholithi okanye iidoweli maziqiniselwe kumantla nesiseko aze aqinise kumntla weefawundeyishini.
- (16) Imibhobho okanye ukutyhubhisha kwesiqhelo makungasetyenziswa kwiintsika zezindlu ezingaphezulu okanye eziseverandeni okanye kwibhalkhoni yesitalato ngaphandle kokuba kwenziwa ngohlobo lwabazobi bezakhiwo.
- (17) Ubunzulu nobubanzi bezixhasi ezibekwa kwiintsika mazibonakale zilingana nayo nokuba yidayamitha yomntla wentsika.
- (18) Ukuba kukho naluphi na unqameko lweentsika ezinyukayo, malwandiswe ngaphezu komgangatho wokunyathela lwebhalkhoni ongekho ngaphantsi kwee-750mm, lungabikho nangaphezu kwee-1.05m.
- (19) Kule miThetho kaMasipala makungabikho nto inqanda ukuphakanyiswa nokusetyenziswa kwentsika edibanisa iiveranda ezimbini ezidibanayo, nokuba inxenye yaloo ntsika imi kwimigca eyahlula iindawo ezimbini okanye edibanisa ezifanayo, yaye kungafunekanga iiveranda ezimbini zalelwe ukuba zibeke nayiphi na intsika kwisiseko sentsika yangaphandle, ukuba le nto iyimfuneko kulungelelwaniso yaye ezinye izilungiselelo zale miThetho kaMasipala iyalandelwa.

Iibhalkhoni neefestile eziphokeleyo

5. (1) Iibhalkhoni, iifestile eziphokeleyo, okanye uphokelo olufana nolo malungajingeli phezu kwesitalato sikawonkewonke ukuba sikumphakamo ongaphantsi kweemitha ezintathu (3m) ngaphezu kwendlela yabahambi ngeenyawo yaye zonke izinto eziphokelayo ezinjalo mazakhiwe ngemathiriyeli ekwaziyo ukumelana nomlilo zize zixhaswe nangezixhasi ezidibanisa iibhalkhoni namadonga, zixhasi ezo zidityaniswe ngekhonkrithi eqinileyo okanye ngendawo yesakhiwo eyenziwe ngamatye nesamente okanye ngentsimbi.
- (2) Iibhalkhoni mazingaphokeli ngaphezu kwe-1,35 phezu kwesitalato.

- (3) Iifestile eziphokelayo mazingaphokeli ngaphezu kwee-900mm phezu kwesitalato.
- (4) Ubude obuleleyo obuphakathi beefestile eziphokelayo, kulo naliphi na inqanaba phezu kwesitalato, mabungaegqithi kwisithathu sobude bokuphokelela esitalatweni komphambili weso sakhiwo.
- (5) Akukho nxenye yayo nayiphi na ifestile kulo naluphi na uphokelo ekufuneka lube ngaphantsi kwee-900mm ukusuka eludongeni lwesakhiwo salo yaye kungekho nawuphi na umda owahlula izitendi zabanini abohlukeneyo nako nakuphi na ukwandiswa komda onjalo.
- (6) Nayiphi na ibhalkhoni edityaniswe kwenye iveranda mayibuyiselwe umva ngobuncinane be-1.2m ukusuka kumgca waloo veranda.
- (7) Akukho ndawo yayo nayiphi na ibhalkhoni edityaniswe kuyo nayiphi na iveranda ekufuneka inyuselwe ngaphezu kwemigangatho emibini engaphezu kwenqanaba lendlela yabahambi ngeenyawo, ngaphandle kwaxa le ndawo ingaphezulu yezo bhalkhoni inophahla lwekhonkrithi esicaba eyenza umgangatho ekunyathelwa kuwo, ungqameko lweentsika ezinyukayo olungekho ngaphezu kwemitha enye (1m) ngomphakamo, lube lwakhiwe lwacaciswa yile miThetho kaMasipala, mayivunyelwe ngaphezu kwenqanaba laloo khonkrithi yomgangatho ekuhanjwa kuwo okanye uphahla olusicaba.
- (8) Amadonga awohlula iibhalkhoni phezu kwezitalato zikawonkewonke mazingabi ngaphezu komphakamo wemitha enye (1m) okanye ubudeki bee-225mm.
- (9) Akukho bhalkhoni ingaphezu kwaso nasiphi na isitalato ekufuneka ibe kukuphela kwendlela yokungena kuyo nayiphi na indlu okanye iiflethi.
- (10) Makungabikho kunyuswa kwalo naluphi na uhlobo emakuvunyelwe kwibhalkhoni, ngaphandle kokuba ungqameko lweentsika ezinyukayo kunye neentsika ezilula ezingekho ngaphezu kwedayamitha ezii-150mm, eziyilwe kakuhle ngabayili bezakhiwo nezixhasa ngokwaneleyo uphahla nomphezulu webhalkhoni.
- (11) Akukho mntu makabeke okanye avumele okanye enze ukuba kubekwe nayiphi na into phezu kwayo nayiphi ibhalkhoni ephezu kwesitalato sikawonkewonke, ngaphandle kwezityalo ezihombisayo, iitafile, izitulo, umthunzi owenziwe ngelaphu lentente neliphokeleyo everandeni, yaye eli laphu lingasetyenziselwa ukubeka iimpawu ezithile okanye iintengiso.

- (12) Apho nawuphi umgangatho wokunyathela okanye isakhiwo sisetyenziselwa nje ukupaka iimoto, iifestile eziphokeleyo kwinqanaba laloo mgangatho wokuhamba mazingaphokeli ngaphezu kwe-1,35m ngomphakamo opheleleyo wophokelo lomphambili weso sakhiwo seso sitalato.

Iziseko zeentsika, iintsika zangaphandle ezisicaba, uphokelo olusedongeni olukhusele okuthile nebhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga

6. (1) Akukho ziseko zantsika, iintsika zangaphandle kunye nolunye uphokelo oludlulayo kwimida yezakhiwo esuka kwinqanaba lomgangatho ekuhanjwa kuwo emazivunyelwe ukuba ziphokele phezu kwesitalato.
- (2) Iintsika zangaphandle ezisicaba, iibhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga, uphokelo olusedongeni olukhusele okuthile okanye eminye imisebenzi eyenziwa ziingcali zokwakha ebuncinane buziimitha ezintathu (3m) ngaphezu komgangatho womhlaba kufuneka zingaphokeli phezu kwesitalato ngaphezu koku kulandelayo -
- (a) iintsika zangaphandle ezisicaba; 450mm. Umphakamo opheleleyo womphambili ophakathi weentsika zangaphandle ezisicaba kufuneka ungedluli kwisihlanu eshumini somphambili wesakhiwo yaye iifestile eziphokeleyo zaloo mgangatho wokuphakama kwendlu maziqukwe xa kubalwa owona mphakamo uphezulu ofikelekayo weefestile eziphokelayo;
- (b) uphokelo oluhombisileyo olukwaziyo ukumelana nomlilo okanye iintloko zeentsika zangaphandle eziphezu kweengcango: 600mm ize nayiphi na indawo yayo ingabi nobude obungaphantsi kwe-2,75m ngaphezu kwendlela yeenyawo okanye yabahambi ngeenyawo; yaye
- (c) iibhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga: 1.05m apho zingekho ngaphezu kwee-10.5m ngaphezu kwendlela yeenyawo okanye yabahambi ngeenyawo, kunye nesinye eshumini yomphakamo ukusuka kwindlela yeenyawo okanye yabahambi ngeenyawo ukuba azikho ngaphezu kwee-10.5m eyona iphakamileyo iyi-1.8m.

Iiveranda ezisezikoneni

7. Apho iiveranda zijikela ezikoneni zezitalato, mazibonakale okanye zenziwe ngqukuva kakuhle ukwenzela ukuba zilandele amagophe amangqameko eendlela zeenyawo ngereyidiyasi evunywe ngumasipala.

Ukuvuleka kweendlela zabahambi ngeenyawo

8. (1) Akukho kuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo makube yeyona

ndlela yokufikelela kulo naliphi na igumbi lokugcina izinto zipholile okanye igumbi lokugcina iwayini.

- (2) Nakuphi na ukuvuleka okunjalo makwenziwe ngeeglasi ezideki ezisekwe entsimbini okanye kwiifreyim zekhonkrithi eqinisiweyo ezilevelishwe zakumgangatho ofanayo nendlela yeenyawo yabucala yaye kungekho ceba laglasi ekufuneka libe ngaphezu komjikelo we-160cm².
- (3) Akukho kuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo ekufuneka sibe ngaphezu kwe-1,2m ngaphaya komda wesakhiwo kuso nasiphi na isitalato.
- (4) Apho iindawo ezijingayo (iiflephu) zivumelekileyo ekuvulekeni kweendlela zabahambi ngeenyawo, indawo ejingayo nganye mayingabi ngaphezu kwe-0,75m endaweni yaye kufuneka ivulekele ngaphezulu, kwakhona, ivulekile injalo, kufuneka ibe neendawo zentsimbi eqinileyo ezehlayo emacaleni kunye neziseko zezo ndawo zisemacaleni.
- (5) Ukuvuleka kweendawo ezijingayo makuvulwe kuze kusetyenziselwe iinjongo zokuhlisa nokunyusa iimpahla kuphela zize zigcinwe zivaliwe ngaphandle kwaxa kukho umsebenzi owenziwayo.
- (6) Udonga lwangaphambili okanye udonga olungqamene nongqameko lwendlela yeenyawo ngokuvuleka ngakunye malwaxhiwe ngentlama efanelekileyo esuka kungqameko olulula lusiya kumda wesakhiwo esingezantsi.
- (7) Makungabikho kuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo okogqunywa ngemiqobo ebekeleleneyo yentsimbi okanye yemicu zentsimbi okanye zoluthi.

ULungiso, ukuSuswa nokuQeshiswa koPhokelo lweziTalato

9. (1) Umnini wayo nayiphi na iveranda, ibhalkhoni, ukuvuleka nokogqunywa kwendlela yabahambi ngeenyawo makaqiniseke ngokuzigcina zikwimeko entle ekwazilungisa yaye ukwanoxanduva lwazo naziphi na iingozi okanye umonakalo onokuvela kuzo.
- (2) Ukuvuleka kweendlela zabahambi ngeenyawo kunye nezibane zezi ndlela kunye neendonga zazo, ngokunjalo neendonga zamagumbi angaphantsi kufuneka zigcinwe zingenakungena manzi yaye umnini wazo makabe noxanduva lokwenza loo nto.
- (3) Nawuphi na umntu ophakamisa okanye ongumnini wophokelo olukuso okanye ngaphantsi kwaso nasiphi na isitalato okanye indlela yabahambi ngeenyawo, njengoko kuxeliwe kule miThetho kaMasipala, okanye

izibonisi zezinye izinto ezingasukiyo ezikuso okanye ngaphezu kwaso nasiphi na isitalato okanye indlela yabahambi ngeenyawo, kufuneka ithathwe njengerentwa ngokuthanda kukaMasipala ngokolo phokelo, okanye izinto ezingasukiyo, yaye ukuba uMasipala uthi makothulwe nayiphi na kuzo kungenjalo zonke, loo nto mayenziwe zingedlulanga iintsuku ezili-14 kungekho mbuyekezo nokuba yeyomonakalo ongqamene ngqo, ongangqamananga okanye osisiphumo.

- (4) UMasipala alususe olo phokelo okanye izinto ezingasukiyo xa ingakhange ilandelwe loo nothisi, okanye ukuba azihambelani nale miThetho kaMasipala, yaye iindleko zoko kususwa mazifunwe kumnini wesakhiwo okanye kumntu olulolwakhe olo phokelo, ngenkqubo eqhelekileyo yomthetho.

Iintloko zezinto ezincedisa kwizakhiwo, oomatshini bokuhambisa izinto ezinzima namaqonga asetyenziswa xa kusakhiwa

10. (1) Iintloko zezinto ezincedisa kwizakhiwo, oomatshini bokuphakamisa izinto ezinzima, amaqonga asetyenziswa xa kusakhiwa kunye nezinye izinto ezikumila kunjalo, mazingajingi phezu kwaso nasiphi na isitalato okanye indlela yeenyawo yabucala.
- (2) UMasipala unokunika umyalelo owodwa wokuvunyelwa koomatshini bokuphakamisa izinto nowokuhambisa izinto phantsi kweebhalkhoni nangaphezu komgangatho wokuqala wesakhiwo, kodwa loo matshini mawukwazi ukugcineka kweso sakhiwo uhlala kuso, yaye kuphakamise iimpahla ezisuka ngaphandle komda wongqameko lwendlela yeenyawo.

Iindlela zeenyawo okanye zabahambi ngeenyawo ezenziwe ngezilebhu

11. (1) Akukho mntu ekufuneka abeke i-tha (iasfalthi), i-tha ebekeleleneyo, ukugangathwa ngegrabile okanye naluphi olunye uhlobo lokugangatha indlela kuyo nayiphi na indlela yabahambi ngeenyawo okanye indlela yeenyawo yabucala okanye indlela yeenyawo, ngaphandle kokuba ufumene imvume yokwenza oko kuMasipala.
- (2) Ukuba nawuphi na umntu urhalela ukugangatha ngayo nayiphi na imathiriyeli kwindlela yeenyawo kawonkewonke okanye kwindlela yabahambi ngeenyawo kufuneka aqale afake isampule yayo kuMasipala ukuze ivavanywe aze afumane imvume ebhaliweyo phambi kokuba nayiphi na kuloo mathiriyeli ifakwe kwindlela yeenyawo kawonkewonke okanye kwindlela yabahambi ngeenyawo.
- (3) Wonke umsebenzi mawenziwe wanelise uMasipala.

Ukutyalwa kwezityalo kwiindlela zeenyawo kunye neendlela zeenyawo ezisecaleni kwendlela.

12. (1) Umnini okanye umsebenzisi wendawo edibanisa izitalato unokuthi, ngemvume ebhaliweyo kaMasipala ebifunyenwe kwangaphambili yaze yanikwa phantsi kwesandla senjineli, agreyide aze atyale ingca kuwo nawuphi na umhlaba ophakathi kwale ndawo idibanisa izitalato kunye naloo ndawo kujongwe kuyo kwisitalato, elungisiweyo okanye eyenzelwe ukusetyenziselwa izithuthi.
- (2) Nayiphi na imvume, ngokweCandelwana (1) inganikwa okanye yaliwe nguMasipala, ngokokuzigqibela kwakhe, yaye, ukuba inikiwe, kufuneka ikwazi ukucinywa yaye kufuneka ibe naloo miqathango acinga ukuba uMasipala ifanele ukubekwa ngokubhekisele kukhuseleko lokuntu, ukugcinwa kwezinto zikamasipala kunye nazo zonke iimeko ezifanelekileyo.
- (3) Kuloo mvume ayinikayo uMasipala ngokweCandelwana (1), angaquka imvume yokutyala intyatyambo okanye atyale imithana kwisahlulwana saloo mhlathana ungadlulanga kwii-500mm ngobubanzi nofumaneka kanye kule ndawo ikuyo indawo edibanisa izitalato ecelwe ngulowo ufaka isicelo.
- (4) UMasipala unokuthi, akufumana isicelo esibhaliweyo sasayinwa ngumnini waloo mhlaba okanye umntu ohlala kuwo, nasemva kokuhlululwa kweentlawulo ezibekiweyo kumaxabiso eentlawulo, agreyide aze atyale ingca kuyo nayiphi na kuloo ndawo ichatshazelwe kwiCandelwana (1).

Iibhulorho ezincinci zesitrato

13. Akukho mntu ekufuneka ebeke ibhulorhwana okanye evale nayiphi na indlela ehamba amanzi edreyini yezikhukula, ndlela leyo ilawulwa nguMasipala, engakhange afumane imvume eyodwa kuMasipala.

INDAWO YESI-II

IZIBONISI ZOKUTHILE NEEBHODI EZINKULU ZEENTENGISO

Iingcaciso

1. (1) “**izibonisi zokuthile**” zithetha nayiphi na intengiso okanye isixhobo sentengiso salo naluphi na uhlobo esibonakala kuso nasiphi na isitalato kodwa singaquki intengiso ebekwe ngaphakathi kwesakhiwo okanye nayiphi na intengiso yecawa, yezemidlalo ezisaqalayo, yezemfundo, yezopolitiko okanye yentlanganiso yesisa, yomcimbi okanye umsitho

okanye wokugqatswa kwakhe nawuphi na umntu okhethelwe ulonyulo kwiPalamente okanye kuMasipala, yaye “isibonisi sentengiso” sikwanale ntsingiselo inye.

- (2) “**iibhodi ezinkulu zeentengiso**” zithetha nasiphi na isikrini okanye ucingo olusetyenziselwa okanye olunokusetyenziselwa ukuxhoma umboniso wayo nayiphi na intengiso okanye isixhobo sentengiso esikwimbonakalo okanye ecaleni kwembonakalo yaso nasiphi na isitalato, yaye ziquka nesikrini okanye ucingo olurhangqe isakhiwo okanye iimathiriyeli ngelixa abakhi basebenzayo, okanye esirhangqe umngxuma.

Ukufakwa kwezicelo zezibonisi zokuthile

2. Akukho mntu ofanele ukupeyinta, alungise, axhome okanye abeke isibonisi sokuthile engakhange -
- (a) afake isicelo esibhaliweyo kuMasipala;
 - (b) afake umzobo ocacisiweyo weso sibonisi onomlinganiselo ongekho ngaphantsi kwe-1,20 nesciwangciso esiyibloko esibonisa indawo yeso sibonisi kuloo sayithi, ukuya kumlinganiselo ongekho ngaphantsi kwe-1.500; yaye
 - (c) afumane nempendulo ebhaliweyo kaMasipala.

Ukulungiswa kwezibonisi neebhodi ezinkulu zeentengiso

3. (1) Zonke izibonisi neebhodi ezinkulu zeentengiso mazakhiwe ngokufanelekileyo ziqine ngokufanelekileyo yaye maqiniselwe ngokwanelisayo ngokokuvunywa nguMasipala.
- (2) Umntu ezixhonywe nguye ezo zibonisi neebhodi ezinkulu zeentengiso kunye nomnini waloo nto ingasukiyo ezincanyathiselwe kuyo, kufuneka ajongane nalo lonke uxanduva lwezi zinto, kuquka ukulungiswa kwazo, yaye makaqiniseke ukuba zihlolwa ubuncinane kanye ngonyaka ngenjongo yokwanelisa bona ngokukhuseleka kwazo.
- (3) Zonke iiglasii ezisetyenziswa kwiziboniso, ngaphandle kweglasii ebhaliweyo esetyenziswa kwi*Neon* okanye izibonisi ezifana nayo mazibe yiglasii etyebileyo enobudeki obubuncinane bee-6mm okanye iglasii yokhuseleko enobuncinane bobudeki obuzii-3mm.
- (4) Nasiphi na isibonisi esisetyenzisa umbane, ukuba kuyimfuneko, masibe neekhondensa emazinike umbane onobushushu obungekho ngaphantsi kwe-0.90 yaye bungekho ngaphezu kwe-0.98.

- (5) Zonke izibonisi neebhodi ezinkulu zeentengiso mazipeyintwe ngokutsha zicocwe qho ukwenzela ukunqanda ukuba zingaphatshi.

Izibonisi zeentengiso neebhodi ezinkulu zeentengiso emazirhafelwe

4. (1) Akukho mntu onokuthi, ngaphandle kokuba kukwibhodi enkulu yeentengiso erhafelweyo ngokwale miThetho kaMasipala yokurhafelwa kweebhodi ezinkulu zeentengiso, ezineentengiso okanye ezibekelwe okanye eziboniselwe okanye ezenzelwe ukubonisa intengiso, zibeke okanye zibonise naluphi na uphawu lwentengiso, nokuba imvume yenjineli efunyenwe na okanye hayi ngokwecandelo le-14, ngaphandle kokuba ungumnini welayisenisi esebenza ngoku ekhutshwe nguMasipala ngokwezo zibonisi zeentengiso.
- (2) Akukho layisenisi injalo ifunekayo kuye nawuphi owazisa ishishini lakhe ngesibonisi sentengiso esivunyiweyo, ishishini elo ngaphandle kwesibonisi esijinga emoyeni, kuyo nayiphi na indawo okanye, apho ishishini lalo mfaki-sicelo liyinxenye yendawo, kuloo nxenye yaloo ndawo elenziwa kuyo ngqo.
- (3) Akukho mntu makathengise ishishini, abeke, abonise okanye enze into ithengiseke, ibekwe, ibonise, nasiphi na isixhobo sentengiso salo naluphi na uhlobo kuko nakuphi na ukubekwa kweebhodi ezinkulu zeentengiso, ngaphandle kokuba loo mntu unelayisenisi esebenza ngoku ayikhutshelwe nguMasipala ukwenzela ukubeka loo bhodi inkulu yentengiso.
- (4) UMasipala usenokwala ukuvumela ukubekwa kweebhodi ezinkulu zokuxhonywa kweebhodi zeentengiso okanye zezinye iinjongo kwiindawo apho zibonakala ngathi zinganentsingiselo enecala elidlelelelayo kwindawo yoluntu erhangqe loo ndawo okanye ibe ithoba isidima sabahlali okanye sesinye isitalato.
- (5) Apho kukho naluphi na ulungiso olwenziwe kwisibonisi sentengiso, ngaphandle kwale nto yokuba besibonisiwe kukwakho nemvume kaMasipala efunyenweyo ngokwecandelo le-14, kwaza kwahlawulwa nentlawulo efanelekileyo, makuphinde kubekho enye imfume afunyanwayo kuphinde kuhlululwe enye imali phambi kokuba kwenziwe olo lungiso kwiingcingo zombane okanye indlela esenziwe ngayo isibonisi emva kokuba kutshintshwe loo myalezo udluliswayo.

Izibonisi ezingavunyelwayo

5. (1) Akukho mntu ekufuneka aphakamise okanye abangele okanye avumele ukuba kuxhonywe okanye kulungiswe naziphi kwezizibonisi-

- (a) Nasiphi na isibonisi esipeyintelwe okanye esincanyathiselwe kwiintsika okanye phakathi kweentsika zeveranda yesitalato.
- (b) (i) nasiphi na isibonisi esiphokela ngaphezu okanye ngaphantsi kwayo nayiphi na ibhodi enegama lendawo, igama lendawo, isixhasi sesakhiwo okanye ungqameko lweentsika ezinyukayo zeveranda yesitalato okanye zebhalkhoni;
- (ii) naziphi na izibonisi ezikhazimlayo okanye ezikhanyayo ezinanyathiselwe kuyo nayiphi na ibhodi enegama lendawo, igama lendawo, isixhasi sesakhiwo okanye ungqameko lweentsika ezinyukayo zayo nayiphi na ikona eya ivuleka ngokuvuleka okanye ikona engqukuva yeveranda yesitalato okanye zebhalkhoni;
- (c) nasiphi na isibonisi esiyiflegi ende ebhityileyo exhonywe phezulu kuso nasiphi na isitalato;
- (d) nasiphi na isibonisi okanye ikeleko, intlama yamaphepha asiliweyo, imathiriyeli ephothiweyo okanye efana naleyo okanye naluphi na olunye uhlobo;
- (e) naziphi na izibonisi ezijiwuzayo;
- (f) naziphi na izibonisi eziphazamisana okanye ezibonakala ngathi zingaphazamisana naso nasiphi na isibonisi okanye uphawu lokulawula umthetho wendlela kodwa-
- (i) akukho sibonisi sinemibala ebomvu, eyelo neluhlaza emasibekwe, silungiswe okanye sisetyenziswe kwiimitha ezintandathu (6m) kufuphi nawo nawuphi na umthetho wendlela;
- (ii) zonke izibonisi ezinokukhanya okanye ukukhazimla okubetha kuzo okungezizo izikhanyiso ezimthubi (ezikhrim) ezikumphakamo ongaphantsi kwemigangatho emibini yokuphakama kwendlu okanye iimitha ezintandathu (6m) ngaphezu kwendlela yeenyawo, ngokuba yeyiphi enomphakamo omkhulu, mazihluzwe ngokufanelekileyo ukuze zinqande ngokwanelisayo naluphi na uphazamiseko lwaso nasiphi na isibonisi okanye uphawu lokulawula umthetho wendlela.
- (g) ezizibonisi ezidanyazayo, ezisebenzisa amandla obugqi okanye ezisebenzisa oopopayi ezikwiimitha ezili-9 zomhlaba, nezithuba zokudanyaza ezingaphezu kwama-30 ngomzuzu;
- (h) nasiphi na isibonisi okanye izibonisi, ezinendawo ezirhangqileyo engaphezu kwee-30m, ezipheyintwe okanye ezincanyathiselwe

eludongeni lwesakhiwo, zingekho kudonga olungaphambili lweso sakhiwo;

- (i) Nasiphi na isibonisi esipeyintelwe elucingweni, esingarhafelwanga njengebhodi enkulu yeentengiso;
- (j) nasiphi na isibonisi esikwindawo enoninzi lwayo okanye iyonke isetyenziselwa ukuhlala, ingeyiyo inkcenkce okanye ibhodi engadlulanga kubukhulu bee-600mm eziphindwe ngee-450mm (600mm by 450mm), esincanyathiselwe elucingweni okanye kumnyango okanye isango lokungena kwindawo ehlala abantu okanye kwibloko yeeflethi ezidityaniswe kudonga lweholo engenayo okanye umnyango wokungena eflethini;
- (k) nasiphi na isibonisi esinokwaliwa, esingacacanga okanye esijongene noluntu olusirhangqileyo okanye esikukhanya kwaso kuphazamisana ngqo nabahlali bezakhiwo ezijongene neso okanye esiyinto nje ephazamisayo kolo luntu;
- (l) nasiphi na isibonisi esingalandelanga iimfuno okanye elingavunyelwanga yile miThetho kaMasipala;
- (m) naluphi na uhlobo okanye udidi lwesibonisi oluvunyelwe ngokukodwa yile miThetho kaMasipala;
- (n) makungabikho mntu owenza okanye obangela okanye ovumela ukuba kwenziwe nasiphi na isibonisi esikhazimla ngokombane ngaphandle kweeyure zaxa kuphume ilanga ukuya kutsho ezinzulwini zobusuku.

Izibonisi ezijinga phantsi kweeveranda eziphezu kwezitalato

- 6. (1) Zonke izibonisi ezijinga phantsi kweeveranda eziphezu kwesitalato mazi:-
 - (a) -ncanyatheliswa ngokwekona (ngokwerayithi engile) kumda wesakhiwo
 - (b) -be nendawo ecacileyo engaphantsi kwee-2.5m phakathi kwesithuba sendlela yabahambi kweenyawo kunye neyona ndawo isenzantsi yeso sibonisi
 - (c) -ngadluli kubunzulu bee-600mm, nee-2.5mm ngobude kunye ne-230mm ngobudeki phakathi komphandle wayo.
- (2) Isibonisi esiyibhokisi masakhiwe ngenkcnkce okanye ngenkcnkce neglasi etyebileyo emayibe nobuncinane bobudeki bee-6mm okanye enye iglasi yokhuseleko evunyiweyo enobuncinane bobudeki bee-3mm.

Izibonisi ezikwiiveranda eziphezu kwezitalato

7. (1) Ngokufanayo naloo ndlela ibhekise kwizibonisi ezijingayo, zonke izibonisi ezincanyathiselwe kwiiveranda eziphezu kwezitalato mazingqamane nomdla wesakhiwo.
- (2) Izibonisi ezinjalo mazingabi ngaphezu kwee-600mm ngokobubanzi yaye mazifakwe kanye phezu kweendawo ezehlayo emacaleni ophahla lweveranda ngendlela engayi kuphokela ngaphaya komva weegatharingi zophahla okanye mazincanyatheliswe zoyame okanye zingabi ngasentla okanye ngezantsi koqoqo lweveranda okanye ungqameko lweentsika ezinyukayo ngendlela eyenza ukuba zingaphokeli ngaphezu kwee-230mm ukusuka kumphandle wolo qoqo okanye olo ngqameko lweentsika ezinyukayo, kodwa-
- (a) isibonisi esikwisakhiwo sikawonkewonke esincanyathiselwe kwiveranda ngaphezu kwesitalato nesibonisa uphawu okanye inkqubo yolonwabo oluza kunikwa kweso sakhiwo sikawonkewonke kuphela masi-
- (i) -thathe indawo epholelelo eyimitha skwere enye (1m²) ngokuphakathi kwi-1.5m nganye okanye inxenye yomphambili weso sakhiwo ukuya kweso sakhiwo siphakanyiswe phezu kwaso isibonisi.
- (ii) -ngagqithi kumphakamo we-1.2m
- (b) akukho nto ekweli candela emayithathwe ukunqanda ukupeyintwa kwezibonisi okanye izixhasi zezakhiwo ezingagqithanga kwii-600mm ngobubanzi ngaphezu kweentsika zeeveranda okanye kumaqoqo eeveranda.

Izibonisi eziphokelayo

8. (1) Zonke izibonisi eziphokelayo mazibekwe zingqamane (zibe kwiirayithi engile) kumda wesakhiwo yaye mazincanyatheliswe kumphakamo ongekho ngaphantsi kwee-2.75m ngaphezu kwendlela yabahambi ngeenyawo.
- (2) Nanjengoko kuxeliwe kwicandelwana (3), akukho zibonisi ziphokelayo mazingqithe kumphakamo wee-600mm, yaye zingaphokeli ngaphezu kwee-900mm ukusuka kweso sakhiwo zincanyatheliswe kuso.
- (o) nangona kukho eli candelwana (2), izibonisi eziphokelayo ezikhulu kunezinye zingaxhonywa kodwa –

- (i) umnini wesakhiwo okanye umntu esixhonyelwa yena isibonisi eso makafake isicelo, aze athathe lonke uxanduva lokuqhagamshelwa kwezo zibonisi, kuquka ukulungiswa kwazo, ukuhlolwa kwazo konyaka ukwenzela ukuzanelisa ngokubhekiselele kukhuseleko lwazo kunye noxanduva lwazo zonke iilahleko okanye umonakalo owenzeka kuye nawuphi na umntu okanye isakhiwo ngenxa yayo nantoni na enokwenza nokuxhonywa, ukulungiswa okanye ubukho neso sibonisi;
- (ii) uyilo lwaso malwanelise uMasipala yaye lulandele yonke imiba yale miThetho kaMasipala;
- (iii) ezo sibonisi mazincanyatheliswe zingqamane (zibe kwirayithi engile) nesitalato kunye nomphambili wesakhiwo ezixhonywe kuso;
- (iv) eso siboniso masakhiwe ngefreyim yenkcenkce size sogqunywe ngenkcenkce yaye singabi nobubanzi obungaphezu kwee-300mm ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye;
- (v) eso sibonisi masingeqithi kubunzima bee-450kg okanye ii-675kg kwisibonisi esinegama lesakhiwo solonwabo olungundoqo loluntu esicaciswe apha kuphela;
- (vi) eso sibonisi masingagqithi kwii-9m ngomphakamo okanye uphokelo olupheleleyo lwe-1.5m ukusuka kwisakhiwo, okanye kwimeko yesibonisi esinegama lesakhiwo solonwabo olungundoqo loluntu esicaciswe apha, i-14m ngomphakamo ne-1.8m ngokuphokela okupheleleyo ukusuka kwisakhiwo: Kodwa lo mhlathi awuyi kungena kuso nasiphi na isakhiwo esixhonywe ngaphambi komhla wokupapashwa kwawo;
- (vii) isibonisi eso masixhaswe bubuncinane beezixhasi zentsimbi ezine ezixhonywe ngokufanelekileyo kwisakhiwo eso, naziphi ezintini zazo mazikwazi ukumelana nobunzima obupheleleyo besibonisi, ngokunjalo noxinzelelo lomoya, ekufuneka eso sibonisi siqiniselwe sikwazi ukumelana nawo;
- (viii) xa kufumaneka inothisi evela kuMasipala, oxelelwe yinjaneli yakhe ukuba isibonisi eso asikhuselekanga, kufuneka sisuswe, yaye uMasipala angahlawuli nayiphi na imbuyekezo ngaloo nto; yaye

- (ix) umnini weso sibonisi makasayine ifomu apho azinikela khona ukuvuma, nokuqamangelwa yile miqathango ingasentla.

Izibonisi ezisicaba ezikwizakhiwo

9. (1) Umjikelo (ieriya) waso nasiphi na isibonisi esibekwe sasicaba okanye sapeyintelwa kudonga lwangaphambili lwesakhiwo mawungedluli kwii-20m² kwi-15m nganye yomphambili wesakhiwo ukuya kwisitalato esijongene naso esi sibonisi, kowona mjikelo uphezulu oyi-200m².
- (2) Olona phokelo lukhulu lweso sibonisi phezu kwendlela yeenyawo mayibe zii-75mm, apho isibonisi eso singaphantsi kwee-2.5m ngaphezu kwendlela yeenyawo okanye indlela yabahambi ngeenyawo, ibe zii-230mm apho eso sibonisi singaphezu kwee-2.5m ngaphezu kwendlela yeenyawo okanye indlela yabahambi ngeenyawo.
- (3) Apho isibonisi sinegama lesakhiwo solonwabo loluntu kuphela, owona mphakamo uphezulu nobude mayibe zii-10m ezihamba nee-20m (10m by 20m) okanye kungenjalo ibe zii-20m ezihamba nee-10m, luze olona phokelo lukhulu ukusuka kubuso bodonga bube zii-230mm.
- (4) Ngaphandle kwale nto ixelwe kwicandelwana (1) no-(3), uMasipala, unokuthi, apho abona kuyimfuneko ngokweemfuno zembonakalo yoqobo yesakhiwo ekubekwe okanye ekupeyintelwe kuso isibonisi eso okanye ubumelwane beso sakhiwo, avumele okanye afune idayimshini yeso sibonisi ibe nkulu kunoko kunikiweyo.

Izibonisi ezijinga emoyeni

10. (1) Ngokweli candela "isibonisi esijinga emoyeni" sithetha nasiphi na isibonisi esingesiso esibonisi esijikelezayo esixhonywe okanye esibekwe ngaphezu kolona phahla luphezulu okanye kuqoqo lophahla okanye kwiindawo ezehlayo emacaleni ophahla lwesakhiwo kodwa mazingaquki nasiphi na isiboniso kuphahla lwesakhiwo.
- (2) Nasiphi na isibonisi esijinga emoyeni esipheleleyo masibekwe singqamane nesikrini esilawulwa ngekhompyutha okanye esinye isakhelo esixhonywe kwisakhiwo, isikrini okanye isakhelo eso sibe, ngokoluvo lukaMasipala sisanelisa ngokolwakhiwo lwaso, amandla, ubungakanani nembonakalo yaso.
- (3) Apho nasiphi na isibonisi esijinga emoyeni sixhaswe ngophahla, kufuneka phakathi kwesibonisi eso nophahla kubekho into engatsali mlilo, kodwa ukuba eso sibonisi sixhaswe ngesilebhu sekhonkrithi, loo mathiriyeli iphakathi kwazo mayikwazi ukumelana namanzi.

- (4) Idayimenshini eleleyo yesibonisi esijinga emoyeni, xa singaquki isikrini okanye esinye isakhelo esixhaswe ngaso, kufuneka sibe ngolu hlobo lulandelayo:

(1) ITHEYIBHILE

a)	Umphakamo wesakhiwo	idayiminshini eleleyo
	Umgangatho wokuphakama kwendlu omnye okanye emibini	1,3m
	Imigangatho yokuphakama kwendlu emithathu okanye emine	1,9m
	Imigangatho yokuphakama kwendlu emihlanu okanye emithandathu	2,6m
	Imigangatho yokuphakama kwendlu esixhenxe okanye sibhozo	3,2m
	Ngaphezu kwemingangatho yokuphakama kwendlu esibhozo	4,8m

Kodwa iidayimenshini ezileleyo ezicaciswe kule theyibhile zinokuthi, ngokokubona kukaMasipala, zandiswe, ngokubhekiselele kubude nomphakamo wesakhiwo okanye ngokwemfuno zezindlu, iitanki okanye ezinye izakhelo zokuphakamisa izikrini zokuxhasa eziseluphahleni.

- (1) Ngokwecandelwana (4) izibonisi ezijinga emoyeni, apho zibekwe esinye phezu kwesinye, nokuba zikwisiwangciso esinye esilele (ngecala) mazibonjwe njengesibonisi esinye nokuba ayizozamntu mnye.
- (2) Akukho sibonisi sijinga emoyeni emasinyuke ngaphezu kwemida yesikrini okanye isakhelo esibekwe kuso ngokwecandelwana (2).

Izibane neewotshi ezijingayo

11. (1) Zonke izibane neewotshi ezijingayo mazingaxhonywa ngaphantsi kwee – 2.75m phezu kwendlela yeenyawo esecaleni.
- (3) Iwotshi mayingathathwa njengequkiweyo kumphakamo opheleleyo wesibonisi.
- (4) Umnini waso nasiphi na isakhiwo ekucetywa ukuxhonywa kuso nayiphi iwotshi ejinga phezu kwesitalato -
- (a) Mayibe uzirentela ngokuthanda kuMasipala, yaye makathathe uxanduva ngokubhekiselele kuloo wotshi;

- (b) Makathathe uxanduva ngayo yonke ilahleko okanye umonakalo owenzeke kumntu okanye izinto zabantu ngenxa yayo nayiphi na indlela enento yokwenza nokuxhonywa, ukulungiswa okanye ubukho baloo wotshi;
- (c) Makayihlole minyaka le iwotshi ukuzanelisa ngokhuseleko lwayo;
- (d) Makayigcine loowotshi ilungisiwe yaye ibe kwikwimeko efanelekileyo, yaye makayenze ilungelelaniswe ngumntu oyaziyo, ubuncinane kanye ngeveki.
- (e) Makathi xa efumene inothisi evela kuMasipala ethi makasuse loo wotshi, makayisuse lingaphelanga elo xesha lokufika kwaloo nothisi, uMasipala engazi kuhlawulela nayiphi na imbuyekezo;
- (f) Makalandele oko kubhalwe kule miThetho kaMasipala.

Izithinteli-langa

- 12. (1) Zonke izithinteli-langa mazenziwe zize zixhonywe ngendlela eya kwenza ukuba zingakwazi ukwehliselwa kwii-2m zendlela yeenyawo okanye indlela yabahambi ngeenyawo.
- (2) Ngaphandle kwalapho kudibana khona izitalato, izithinteli-langa mazibekwe zingqamane nokuma kwesakhiwo.
- (3) Kwiindawo ekudibana kuzo izitalato, izithinteli-langa, ezitsha nesele zikho, mazibekwe ngendlela eya kuzenza zingaphazamisani nokuhamba kwezithuthi okanye kwabahambi ngeenyawo, irowubhothsi, ipleyiti ezinamagama ezitalato okanye ezinye izaziso ezizizikhokelo kuluntu jikelele.

Ukuxhonywa kweebhodi ezinkulu zezaziso nezeentengiso

- 13. (1) Akukho sibonisi okanye bhodi enkulu yentengiso engabekwanga kwisakhiwo yaye akukho bhodi inkulu yesaziso okanye yentengiso ixhonywayo emayidlule kumphakamo wee-5m ngaphezu komgangatho wendawo ekuhanjwa kuyo.
- (2) Umzobo womlinganiselo we-1.20 obonisa iinkcukacha zendlela ekwaxhiwe ngazo izinto ezixhasayo, izakhelo, njalo njalo, mazifakwe kuMasipala, zikunye nezinye iinkcukacha ezifuneka ngokukodwa phantsi kwale miThetho kaMasipala inento yokwenza nezibonisi.
- (3) Uyilo lwezo bhodi zinkulu zeentengiso nezibonisi mazanelise uMasipala.

Ukuhonjiswa ngethuba lemigcobo kawonkewoke

14. Yonke imihombiso, izikhazimlisi nezinye izixhobo ezixhonywa ngethuba lokugcoma kukawonkewonke, mazixhonywe, zilungelelaniswe yaye ziqinise ukwenzela ukunciphisa ubungozi bomlilo, kukhuselwe noluntu kumngcipheko wengozi zezi zinto ngendlela eyanelisa uMasipala.

Imiboniso

15. Umiboniso mawungegqithi kumjikelo we-1.5m² yaye ungaphokeli ngaphezu kwee-150mm ngaphaya kwendawo yesakhiwo.

Iziboniso ezingaxhonywanga kwiintsika zeeveranda

16. Akukho sibonisi salo naluphi na uhlobo emasixhonywe kwiipali okanye iintsika zeeveranda yesitalato.

Izibonisi ezibonwa njengezirentwa ngokuzithandela

17. (1) Nawuphi na umntu oxhoma okanye olungisa izibonisi kwisitalato okanye phezu kwaso nasiphi na isitalato, iindlela yeenyawo okanye eyabahambi ngeenyawo makathathwe njengomrenti ozithandelayo kaMasipala ngokubhekiselele kwezo zibonisi, yaye, ukuba uyalelwe nguMasipala ukuba asuse nasiphi na okanye zonke ezo zibonisi, kufuneka enze njalo zingaphelanga iintsuku ezili-14 ngaphandle kwayo nayiphi na imbuyekezo yomonakalo ngqo, omayana okanye oziziphumo zoko kususwa.
- (2) UMasipala unokuzisusa ezo zibonisi xa kungalandelwanga imiyalelo efanelekileyo okanye ukuba azihambisani nale miThetho kaMasipala, yaye iindleko zoko kususwa kwazo mazifunwe kumnini wesakhiwo okanye kumnini weso sibonisi ngenkqubo yomthetho eqhelekileyo.

INDAWO YESI-III**UKURENTWA, IINDLEKO, IIDIPHOSITHI, IZOHLWAYO: IMIGAQO NGOKUBANZI****Ukuhlawulwa kwentlawulo neediphosithi**

- 19 (1) Ngaphandle kwaxa kubekwe ngenye indlela kule miThetho kaMasipala, iintlawulo ezicaciswe kwiintlawulo zeenkondo mazihlawulwe ngumini wesakhiwo okanye nawuphi na omnye umntu ofake isicelo sokuvunywa kwayo nayiphi na iphrophowuzali nguMasipala okanye ofuna imvume kaMasipala ngokwale miThetho kaMasipala.

- (2) Iintlawulo ezo mazihlawulwe xa kufakwa nasiphi na isicelo ngokubhekiselele kumba okanye kumsebenzi ezizalana nawo okanye xa kufunyenwe isigunyaziso esibhaliweyo esisuka kuMasipala, kodwa uMasipala unokuthi ngokusebenzisa ingqiqo yakhe afune loo ntlawulo yenziwe kuphela kwakuphuphelela isicelo eso.
- (3) Ukuba uMasipala wala nasiphi na isicelo esifakwa ngokwale miThetho kaMasipala, nayiphi na intlawulo eyenziwe ngokubhekiselele kulo mba ungasentla inokubuyiswa nguMasipala kuloo mntu ubehlawula okanye ehlawulelwa.
- (4) Ngaphezulu, uMasipala unokuthi ngokusebenzisa ingqiqo yakhe, abuyisele yonke okanye inxenye yayo nayiphi na intlawulo eyenziwe ngokwale miThetho kaMasipala apho acingela ukuba iimeko zivumela oko kubuyiswa kwemali.
- (5) Akukho plani mayivunywe okanye ithathwe njengevunywe nguMasipala yaye akukho mntu makaqale nasiphi na isakhiwo, ukutshatyalaliswa kwesakhiwo, ukuhlaziywa kwesakhiwo, ukwembiwa kwemingxuma okanye nasiphi na isiza, ngaphandle kokuba uMasipala uzifumene iintlawulo ezihlawulwayo ngokwale miThetho kaMasipala.
- (6) Ngaphandle kwayo nayiphi na into ethetha enye into kweli candela, irenti ehlawulelwa ukuxhonywa kweebhodi ezinkulu zeentengiso mayiqale iihlawulwe kuMasipala kwisithuba seenyanga ezintlanu ngaphambi kwaloo nto ihlawulelwayo, kodwa ukuba kukho nayiphi na ibhodi exhonyiweyo yentengiso isuswa ngokusemthethweni phambi kokuphela kwalo naliphi na ithuba ebihlawulelwe lona irenti kwangaphambili, uMasipala makenze ifomu yokuvuma, iprofoma (*pro form*) okanye egameni lalowo ibihlawulelwe yena.
- (7) Ngaphandle kwayo nayiphi na into engahambelani noko kuthethwa kweli candela, ukurentwa okuhlawulelwa uphokelo olungaphezu nophokelo olukwiindledlana ezisemacaleni, makuhlawulwe kunyaka ongaphambili phambi komhla wokuqala (1) kuJanyuwari.
- (8) Nawuphi na umntu ongaphumeleliyo ukuhlawula iintlawulo okanye iirenti okanye ukuhlawula iidiphozithi ezifunekayo ngokwale miThetho kaMasipala, unokuthi xa eye wagqwidiza kwezo ntlawulo, kwezo renti okanye kwezo diphozithi aqhube nokuzibuyisa elandela le nkqubo yomthetho iqhelekileyo eseteynziswa ekubuyiseni ityala loluntu.

Iintlawulo zeenkondo ezizodwa

20. UMasipala makabe nelungelo xa kukho naziphi iinkondo ezifuneka kuMasipala, kuquka ukujongana nezakhiwo eziyingozi ukuya kutsho kwiintlawulo zezidelo

ngokubhekiselele kulo mba, ngokunjalo nentlawulo eqala ihlawulwe yobuncinane bentlawulo ebekiweyo yeenkonzo ejongene nesakhiwo ngokwesicelo okanye ukunika ingcebiso malunga nokukule miThetho kaMasipala ngokweengcebiso eziphakanyiswe ngamagcisa okuzoba izakhiwo, abakhi okanye abanini bezakhiwo.

Iintlawulo ezongezelelweyo zeephrophowuzali ezintsha

21. Apho umnini, emva kokufaka iiplani zesakhiwo zize ezo plani zihlolwe, alandelisa ngokufaka iiphrophowuzali ezintsha nokuba ziyinxenye okanye ziphelele, makahlawulwe iintlawulo ezongezelelweyo kwizinga elisisiqingatha sezo ntlawulo ziqhelekileyo ezibizwa ngaloo ndawo imoshakeleyo, ngaphandle kwaxa isenziwa kulandelwa isicelo esibhaliweyo esicacileyo esisuka kuMasipala.

Izohlwayo gabalala

22. Nawuphi na umntu owaphula okanye owenza nayiphi na into eyaphula le migaqo ibekwe kule miThetho kaMasipala uya kujongana nokugwetywa isigwebo okanye ukuba akakwazi kuhlawula, avalelwe entolongweni ithuba elingedlulanga kwinyanga enye, kuze xa eqhubeka nokophula le migaqo, aphinde afumane esinye isigwebo esibonwa njengesifanelekileyo okanye yonke imihla ngethuba eqhuba nokophula le migaqo emva kokuba uMasipala ekhuphe inothisi ebhaliweyo efuna ukuyekwa kokophulwa kwale migaqo yaye ngethuba lesibini lokophulwa kwale migaqo ngokulandelelanayo, unokufakwa entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezintathu.

Ukusetyenziswa kwale miThetho kaMasipala

23. Le miThetho kaMasipala isebenza kwindawo elawulwa nguMasipala waseMbizana ukususela ngomhla wokubhengezwa kwayo.

IsiHloko esiFutshane

24. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yoLwakhiwo.

No. 15

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIPALA YOMBANE

IMITHETHO EYILWAYO

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loRhulumente waseKhaya: uMthetho weeNdlala zokwenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha uMasiPala waseMbizana: imithetho kamasipala yoMbane evunyiweyo liBhunga likaMasipala.

I-INDEKSI

Icandelo	IsiQulatho
1	Iingcaciso
2	IsiCelo semiQathango yokuNikwa uMbane
3	IsiVumelwano soMsebenzisi wombane
4	Ukuyekiswa kwesiVumelwano soMsebenzisi wombane
5	Ukuqhubeka kokuNikwa koMsebenzisi oMtsha
6	Iidiphozithi
7	Iiakhawunti
8	Ukufundeka kweMitha
9	Ukulungiselelwa kokubuyiswa kwentlawulo kwiimitha
10	UkuVavar ya ukuChaneka kweMitha
11	UkuNgakwazi ukuFundeka ngokuChanekileyo kweMitha
12	UkuYekiswa koNikezelo
13	UQhagamshelo ngaphandle kweMvume
14	UkuSetyenziswa ngokuNgekho Mthethweni
15	UkuThengiswa koMbane
16	UMzobo woFakelo loMbane neeNgcaciso
17	Uhlolo noVavanyo
18	UXanduva lukaMasipala noNokhontrakhi
19	UQhagamshelo lweeNkonzo

-
- 20 IziXhobo zokuSebenza eziVingciweyo
- 21 Ukuphazamisana nombane
- 22 UXanduva loMonakalo woQhagamshelo lweeNkonzo
- 23 UHlobo loNikezelo
- 24 IiKhabhinethi zeeMitha
- 25 UFakelo loMbane oneVoltheyiji ePhezulu
- 26 IiNdawo zokuValela iziXhobo zokuSetyenziswa kuNikezelo
- 27 IziXhobo zokuSebenza eziQhagamshelwe uMphelo
- 28 IziTshintshi zecala aya kulo amandla ombane (iseji)
- 29 Indawo yeziXhobo zokuPheka
- 30 UkuNikwa kweziQhawuli zoMjikelo woMbane (isekethi)
- 31 UkuLungiswa koFakelo
- 32 IziXhobo zokuLawula umbane
- 33 AbaSebenzi abaPHazamisayo
- 34 UNikezelo olungaZinzanga
- 35 IziKhalazo ngokuwa kombane
- 36 UXanduva loMnini noMsebenzisi
- 37 IiNothisi
- 38 Izenzo zolwaphulo-mthetho nezoHlwayo
- 39 UkuRhoxiswa ngokusemthethweni kwale miThetho kaMasipala
- 40 Isihloko esifutshane nokuqala kwawo

IINGCACISO

1. Kule miThetho kaMasipala, naliphi na igama okanye intetho enentsingiselo enikiweyo kumThetho woMbane, ka-1987 (uMthetho wama-41 ka-1987), uMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini, ka-1993 (uMthetho wama-85 ka-1993), okanye uMthetho weeNdlela zokuSebenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-31 ka-2000) linaloo ntsingiselo, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“evunyiweyo” ngokubhekisilele kulo naliphi na inqaku elibhaliweyo okanye isenzo, ithetha ukuba ivunywe nguMasipala okanye injineli njengefanelekileyo neyanelisayo ngokokhuseleko, uyilo, ukusebenza nendlela esetyenziswa ngayo, ngokokuba iyayilandela na imithetho-siseko yokusetyenziswa kombane, yaye **“ukuvunywa”** kunentsingiselo okuhamba nayo:

“ISatifiketi sokulandelwa komgaqo” sithetha isatifiketi esikhutshwa ngokwemigaqo yoMthetho wokuVavanywa koMbane kwenqanaba elinye, sikhutshwa yiNgcali yoFakelo-Mbane okanye iNgcali yoFakelo-Mbane olunguNdoqo, leyo ifanelekileyo ngokwemeko leyo;

“umsebenzisi” uthetha nawuphi na umntu onesivumelwano noMasipala malunga nonikezelo lombane oluya kuye okanye ukuba akukho mntu, umnini wendawo leyo;

“isivumelwano nomsebenzisi” sithetha isivumelwano njengoko kubekiwe kwicandelo lesithathu (3);

“umnini-khontrakthi” uthetha nawuphi na umnini-khontrakthi okanye umnini wephemithi ngokwalo Mthetho;

“ufakelo lombane” luthetha ufakelo lombane njengoko lucaciswe kwimigaqo yalo Mthetho;

“injineli” ithetha ukuqeshwa ngokusesikweni nguMasipala nokujongana nokusebenza kombane kaMasipala okanye nawuphi na omnye umsebenzi ogunyaziswe ngokusesikweni njengomsebenzi wayo okanye egameni layo;

“uvaleleko olunombane onamandla amakhulu” luthetha igumbi elilodwa, indawo okanye enye nje indawo evalelekileyo enethransfoma, iswitshi okanye esinye isixhobo sombane sokusebenza ngamandla ombane (ivoltheji) engaphezu kwe-1 000 yaye intetho ethi **“amandla amakhulu ombane”** inentsingiselo ehambelana nayo;

“umsebenzi wofakelo lombane” uthetha ufakelo lombane okanye umsebenzi wokufakelwa kombane njengoko ucacisiwe kuMthetho;

“uvaleleko olunombane onamandla amancinci” kunye **“novaleleko lonikezelo olulodwa lwamandla amancinci ombane”** luthetha igumbi elilodwa, indawo

okanye olunye uvaleleko olunethransfoma, iswitshi okanye esinye isixhobo sombane sokusebenza ngamandla ombane akwi-1 000 okanye ngaphantsi kwalo yaye intetho ethi **“amandla ombane amancinci”** anentsingiselo ehambelana nawo;

“imitha” ithetha isixhobo sokulinganisa nokudibanisa ubungakanani bosetyenziso (lombane);

“ithuba lokufundwa kwemitha” lithetha ithuba elisuka kokunye ukufundwa kwemitha ukuya kokulandelayo;

“ikhabhinethi yemitha” ithetha indawo evalekileyo elungiselelwe ukubeka imitha, isiqhawuli sokuhamba kombane (isaphuli-sekethi) okanye esinye isixhobo sombane esifana neso esalathwe yinjini nesiilungiselelwe ukusebenza ngamandla ombane (ivoltheji) amancinane;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iBhunga likaMasipala” uthetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elasekwa ngokwecandelo le-12 likaRhulumente waseMakhaya: uMthetho wamaCandelo kaMasipala, ka-1998 (UMthetho we-117 ka-1998);

“umhlali” ngokubhekiselele kuyo nayiphi na indlu uthetha-

- (1) nawuphi na umntu ohlala endlwini ngexesha elithile;
- (2) nawuphi na umntu ovumeleke ngokusemthethweni ukuba ahlale kuloo ndlu; okanye
- (3) nawuphi na umntu olawula okanye ophethe kuloo ndlu;

“umnini” uthetha ukwaquka umnini obhalisileyo womhlaba okanye indlu, okanye ummeli wakhe ogunyazisiweyo okanye nawuphi na umntu ofumana irenti okanye ingeniso yalapho, okanye ofumana ezo renti okanye iingeniso, ukuba loo mhlaba okanye loo ndlu iqeshisiwe, nokuba uyaziqokelelela na okanye uyiqokelelela njengommeli wakhe nabanina onelungelo okanye umdla kuyo;

“indawo yolawulo” ithetha indawo yolawulo njengoko icaciswe kwiiMigaqo

“Indawo ekusetyenziselwa kuyo” yindawo ekusetyenziselwa kuyo njengoko icaciswe kuMthetho;

“indawo yokubekwa kwemitha” ithetha indawo apho umbane osetyenziswa ngumsebenzisi ubalwa khona nenokuba yindawo kwindlela yokuhanjiswa kombane kaMasipala okanye kufakelo lombane womsebenzisi olucaciswe nguMasipala yaye kufuneka iibale wonke okanye umbane osetyenziswa ngumsebenzisi;

“indawo otsalwa kuyo umbane” ithetha indawo otsalwa kuyo umbane njengoko icaciswe eMthethweni;

“indawo” ithetha nawuphi na umhlaba okanye nasiphi na isakhiwo, indawo eyakhiweyo okanye into eyakhiweyo, engaphezu okanye ngaphantsi kwawo nawuphi na umhlaba yaye iquka inqwelo-ntaka, isithuthi okanye iveseli;

“imitha eqala ihlawulelwe” ithetha imitha enokulungiselelwa ukuvumela ukuhamba kombane oqala uhlawulwelwe kwisekethi yombane;

“imigaqo” ithetha imigaqo eyenziwe ngokoMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini, ka-1993 (UMthetho wama-85 ka-1993);

“imiGangatho yoKhuseleko” ithetha indlela yokwenza izinto yokufakela iingcingo zombane endaweni i-SABS0142 efakelwe kuloo miGaqo;

“uqhagamshelo lweenkonzo” luthetha ikheyibhile okanye ikhondaktha esuka kweyona ndawo utsalwa kuyo umbane wofakelo-mbane lukwaquka naziphi na izixhobo zombane ezinamandla aphezulu ombane okanye ezinye izixhobo eziqhagamshelwe kuloo ntambo yombane okanye kwikhondaktha, nayiphi na imitha; nakuyo nayiphi na ibhodi, iphaneli okanye esinye isixhobo eqhagamshelwe kuso imitha yaye wonke umsebenzi wofakelo nezixhobo ezinxulumene neso sixhobo, imitha okanye isixhobo esifakelwe nguMasipala;

“udityaniso lweenkonzo” okanye **“isaphuli sekethi yeenkonzo”** sithetha udityaniso okanye isaphuli sekethi yeenkonzo eyekaMasipala neyinxalenye yomjikelo wombane woqhagamshelo lweenkonzo;

“umntu onobuchwepheshe” uthetha nawuphi na umntu, ngokukaMasipala, onobuchwepheshe obaneleyo nofanelekileyo ngokoqeqesho ukuba angaqalisa, ahlole aze ahlole umsebenzi ophathelele namandla amakhulu ombane ngokubhekiselele kumava nolwazi lwakhe lokusebenzisa umbane;

“unikezelo olulodwa kumbane onamandla aphantsi” luthetha unikezelo lombane ongaphezu kwe-40 kVA kumandla ombane aphantsi;

“unikezelo” luthetha unikezelo lombane olusuka kweyona ndawo utsalwa kuyo umbane;

“eyona ndawo utsalwa kuyo umbane” ithetha nayiphi na intambo yombane eyinxalenye yendlela yokuhambisa umbane kaMasipala ekunokuqhagamshelwa kuyo uqhagamshelo lweenkonzo;

“ixabiso lenkonzo” lithetha ixabiso leendleko njengoko zikhangelwa amaxesha ngamaxesha nguMasipala, ngesiGqibo eSisodwa, ngokwecandelo lesi-4 loMthetho weeNdllela zokuSebenza kooMasipala: uRhulumente waseMakhaya, wama-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000);

“uMthetho” uthetha uMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini, ka-1993 (uMthetho wama-85 ka-1993) nemigaqo eyenziwe ngokwaloo Mthetho;

“iintsuku zomsebenzi” zithetha usuku uMasipala avule ngalo ukuba asebenze yaye aziziquki iimpelaveki, iiholide zikawonkewonke.

UKUFAKA ISICELO NEMIQATHANGO YONIKEZELO

2. (1) Isicelo sonikezelo lombane masenziwe ngefomu elungiswe nguMasipala.
- (2) UMasipala unokuthi, phambi kokuba akhuphe unikezelo, ahlole ufakelo lombane oluhambelana nesicelo eso ejonge ukujonga ukuba olo fakelo lukhuselekile yaye lufanelekile lukwalandela le miThetho kaMasipala okanye eminye imithetho ehambelanayo.

ISIVUMELWANO SOMSEBENZISI

3. (1) Akukho mntu uvumeleke ukuba asebenzise unikezelo lombane lukaMasipala ngaphandle kokuba okanye de abe umnini okanye umhlali waloo ndawo okanye omnye umntu ommeleyo, ungene kwisivumelwano somsebenzisi esibhaliweyo noMasipala malunga nolo nikezelo, yaye eso sivumelwano sikunye nemigaqo yale miThetho kaMasipala ziya kulawula olo nikezelo.
- (2) Ukuba umntu usebenzisa unikezelo lombane engakhange angene kwisivumelwano ujongene neendleko zombane kunye nezinye iindleko ezichithwe nguMasipala kwiimeko ezinjalo.
- (3) Intlawulo ehlawulelwa umbane osetyenzisweyo ihambelana nexabiso lenkonzo kulandelwa ishedyuli yamaxabiso eenkonzo abekwe nguMasipala
- (4) Nawuphi na umntu obengumsebenzisi phambi kokubhengezwa kwale miThetho kaMasipala uthathwa njengongene kwisivumelwano somsebenzisi noMasipala ngokwecandelo 3 (1).
- (5) UMasipala unokuthatha isigqibo sokuba eso sivumelwano somsebenzisi masigqityezelwe nguye ekunye nomnini okanye umhlali waloo ndawo okanye omnye umntu omele yena na okanye hayi.
- (6) Akukho mntu ekufuneka ukuba athi, engakhange aqale afumane imvume ebhaliweyo kaMasipala okanye yenjineli, anikezele ngombane nokuba kukokwethutyana na okanye okusisigxina kuyo nayiphi na indawo yokusetyenziswa kombane okanye indawo engeyiyonxalenye yofakelo lombane evunyelweyo ukuba ibe nalo okanye inikwe unikezelo lombane.
- (7) Ukuba umsebenzisi akaphumeleli ukuhlawula iakhawunti ekuthethwe ngayo kwicandelo lesi-7(7), lungapheliswa unikezelo lombane.

UKUYEKISWA KWESIVUMELWANO SOMSEBENZISI

4. (1) Ngokuxhomekeke kwimigaqo yamacandelo 7(6), nasiphi na isivumelwano somsebenzisi wombane singayekiswa ngumsebenzisi, ummeli wakhe ogunyazisiweyo, okanye uMasipala ngokunika **inothisi yeentsuku ezisixhenxe (7)** ebhaliweyo nebalwa ukususela kumhla wenkonzo leyo yaye ukuba loo nothisi ivumelana nokuyekiswa kwesivumelwano ngoMgqibelo, ngeCawa okanye ngeholidi kawonkewonke, oko kupheliswa makuqale kusuku lomsebenzi olulandelayo.
- (2) Emva kokuba siyekisiwe isivumelwano nomsebenzisi, nakuphi ukusetyenziswa okuvela phambi kokuba kungenwe kwesinye isivumelwano nomsebenzisi malunga nale ndawo inye, kude kuboniswa ukuba oko kusetyenziswa kwenziwe ngumnini waloo ndawo, noya kuthi ajongane nokuhlawula intlawulo eya kubekwa ngumasipala.

UKUQHUTYWA KONIKEZELO LWEENKONZO KUMSEBENZISI OMTSHA

5. (1) UMasipala unokuthi, akuyekisa nasiphi na isivumelwano somsebenzisi, angene kwisivumelwano nomsebenzisi omtsha kunye naye nawuphi na umsebenzisi ngenjongo yokuhutywa kwezi nkonzo.
- (2) UMasipala uya kuthi akuyekisa unikezelo, athathe ufundo lokugqibela lwemitha yombane.
- (3) Umsebenzisi oyinxenye yesivumelwano nomsebenzisi omtsha ekuthethwa ngaso kwicandelwana (1) nguye onoxanduva lokuhlawulela umbane osetyenziswe emva kokuba ufundwe imitha ngomhla wokuyekiswa kwesivumelwano esidlulileyo.
- (4) isigqibo somsebenzisi sokuxoxa malunga neakhawunti asimniki imvume yokungahlawuli intlawulo de kugqithe umhla obekelwe intlawulo leyo kwiakhawunti.
- (5) Xa kunokwenzeka ukuba uMasipala angakwazi ukufikelela kwimitha amathuba amabini alandelelanayo ofundo lwemitha, uMasipala unokuthi ke ngoko ayeke ukunikezela ngenkonzo yombane ngokubhekiselele kuloo ndawo imitha ibala kuyo.
- (6) Xa kubonakala ukuba umsebenzisi akabalelwanga ngokukuko intlawulo zombane ngenxa yokusetyenziswa kwamaxabiso eenkonzo angafanelekanga okanye ngesinye nje isizathu esingekuko ukungachaneki kwemitha.

IDIPHOSITHI

- (1) UMasipala uya kunikezela ngeenkono ukuba umsebenzisi uhlawula -
 - (a) idiphosithi esisibambiso neyahluka ngokomngcipheko; okanye
 - (b) ubuncinane bediphosithi ekufuneka ihambelane nengqikelelo ephakathi yeentlawulo zeenyanga ezimbini.
- (2) Idiphosithi inokuba yimali eziinkozo okanye itshekhi eqinisekise yibhanki.
- (3) UMphathi weNkonzo zeziMali unokuyonyusa idiphosithi yabasebenzisi abagqwizizayo okanye abasebenzisi abafaka isicelo sonikezelo olungaphezu kolo alufumanayo.
- (4) Ezo diphosithi aziyi kuthathwa njengentlawulo okanye inxenywe yentlawulo yayo nayiphi na iakhawunti emele ukuba ihlawulele unikezelo lombane ngenjongo yokufumana nasiphi na isaphulelo sexabiso lombane esichatshazelwe kule miThetho kaMasipala.
- (5) Nasiphi na isixa esifakwe ngumsebenzisi okanye egameni lomsebenzisi, kufuneka, emva kokuba sibangiwe, sibuyiswe zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokupheliswa kwesivumelwano somsebenzisi, emva kokutsala nayiphi na imali ebifanele ukuhlawulwa ngumsebenzisi kuMasipala.
- (6) Ngokuxhomekeke kwimigaqo ekwicandelwana (5), nawuphi na umntu obanga ukubuyiselwa idiphosithi okanye inxenywe yayo, kufuneka -
 - (a) abonise irisithi eyakhutshelwa intlawulo yediphosithi, okanye
 - (b) ukuba loo risithi ayifumaneki, asayine irisithi ecetyiswa nguMasipala ukwenzela ukubuyiswa kwaloo diphosithi okanye inxenywe yediphosithi yakhe, aze anelise uMasipala ngokuba nguye umntu onelungelo lokufumana loo mbuyekezo.
- (7) Ukuba idiphosithi okanye inxenywe yayo ibuyisiwe ngokwecandelwana (5) uMasipala uya kukhuleleka kulo naluphi na uxanduva olunento yokwenza noku.
- (8) Isivumelwano somsebenzisi sinokuba nomgaqo othi nayiphi na imali efakwe ngumsebenzisi, mayitshone kuMasipala ukuba ayibangwanga kwiminyaka emi-2 emva kokupheliswa kweso sivumelwano okanye eyekile ukufumana unikezelo, ngaso nasiphi na isizathu, ngokweso sivumelwano.
- (9) Akukho nzala iya kuhlawulwa nguMasipala okanye ummeli wakhe ogunyazisiweyo ngemali yediphosithi ebibanjiwe ngokweli candelo.

IIAKHAWUNTI

7. (1) UMasipala kufuneka, athi ngokomlinganiselo ngamnye wexabiso leenkonzole elilawula unikezelo, anike inani elithile leemitha alibona lifanelekile.
- (2) UMasipala unokuthi, ngethuba lako nakuphi na ukufundwa kwemitha, anike umsebenzisi –
- (a) iakhawunti yethutyana ngokubhekiselele kwinxalenye yelo thuba (nxalenye leyo kufuneka isondele kangangoko ekubeni ibe nokwenzeka ibe ziintsuku ezingama-30 yaye ixabiso laloo akhawumnti malinikwe njengoko kubekiwe kwcandelwana (4) kwangoko kangangoko emva kokufundwa kwemitha ekupheleni kweli thuba);
- (b) iakhawunti ngokowona mlinganiselo wokusetyenziswa nemfuneko yelo thuba, enika umsebenzisi unikezelo olulingene loomali ayihlawulele kuloo akhawunti yethutyana.
- (3) I-akhawunti inokubizwa iintlawulo eziqingqiweyo ngokwamaxabiso eenkonzo nangokuba zifanele ukuhlawulwa nini.
- (4) Ixabiso leakhawunti yethutyana ekuthethwe ngalo kwicandelwana (2)(a) libekwa nguMasipala ngojonga kusetyenziso olugqithileyo, kule ndawo inye, ekwajonga ukuba, ngokokubona kukaMasipala, yintoni eyenza isikhokelo esifanelekileyo somlinganiselo wombane osetyenziswe kwithuba eliqukwa yiloo akhawunti yethutyana.
- (5) Apho kungakhange kubekho usetyenziso oludlulileyo, uMasipala makagqibe ngexabiso laloo akhawunti kuthethwa ngayo ngokujonga kolo setyenziso kwezinye iindawo ezifana naleyo, acinga uMasipala ukuba zinemitha efikelekayo, uMasipala makabuzise aze enze neemvavanyo ukuba ucinga ukuba oko kufanelekile yaye kufuneka –
- (a) ukuba uyoneliswa kukuba umsebenzisi ubebizwe imali ngokungafanelekanga, alungise iakhawunti yakhe ngokufanelekileyo; okanye
- (b) ukuba akanelisekanga, amhlawulise ukuba izenzo zikaMasipala zisisiphumo sesikhalazo somsebenzisi, ukongeza kwiindleko zoko kubuzisa nezo mvavanyo.

Kodwa ke akukho lungiso malwenziwe ngokwethuba elingaphezu kweenyanga ezili-12 phambi kookubhaqwa komhla ekwahlawuliswa ngawo ngokungafanelekanga okanye ukuba umsebenzisi waziswe nguMasipala ngoko kuhlawuliswa kungafanelekanga.

UKUFUNDWA KWEEMITHA

8. (1) Ubungakanani bombane onikezelwa kuyo nayiphi na indawo ngexesha lethuba lwako nakuphi na ukufundwa kwemitha kufuneka bunthathwe njengesiphumo sobalo lwemitha ekuqaleni nasekupheleni kwelo thuba yaye apho kukho eyona mfuneko yokubalwa kombane iphezulu, imfuneko leyo iya kuba yinxalenye yofundo lombane.
- (2) Kuya kwenziwa uphindaphindo oluthile kolo fundo lwemitha xa kukho imfuneko.
- (3) Ufundeko oluboniswa yimitha luya kuba bubungqina obubonisa ixabiso lamandla ombane asetyenzisiweyo kunye neyona mfuneko iphezulu yombane ngethuba lofundo lwemitha yaye kufuneka loo nto ibhalwa kwiincwadi zikaMasipala ibe bobona bungqina bexabiso elibonakalayo lokuba imitha ibonise olo fundeko oluboniswa yiloo nto ibhalwayo.
- (4) Ukuba, ngaso nasiphi na isizathu, imitha ayikwazeki ukufundwa, uMasipala unokunika ingqikelelo yofundeko lweakhawunti olusisiseko. Usetyenziso lwamandla malulungiselelwe kwiakhawunti elandelayo ngokolona setyenziso lwamandla ombane lululo.
- (5) Xa umsebenzisi wombane eyishiya indawo kuze kungakwazeki ukuba kuthathwe ufundeko lwemitha, ingqikelelo yosebenziso mayenziwe kuze kukhutshwe ikhawunti leyo yokugqibela ngokufanelekileyo.
- (6) Ukuba kubhaqwa nayiphi na impazamo kubalo, ufundeko okanye ukubalwa kwemitha kwayo nayiphi na iakhawunti enikwa umsebenzisi, loo mpazamo mayilungiswe kwiakhawunti elandelayo.
- (7) Nakuphi oko kulungiswa makwenziwe kuphela ngokweakhawunti ithuba leenyanga ezingama-36 ngaphambi komhla ekubhaqwe ngayo loo mpazamo kuloo akhawunti, kufuneka –
- (a) kungafakwa nzala ukuya kutsho kuloo mhla kubonakele ukuba makulungiswe ngawo; yaye
- (b) kusekwe kwawona maxabiso eenkonzo asebenzayo ngelo thuba.
- (8) Xa kunokwenzeka ukuba uMasipala angakwazi ukufikelela kwimitha kumathuba ofundo lwemitha amabini alandelelanayo uMasipala unokuthi ngaphandle kokulibazisa ayeke ukunikezela ngombane ngokubhekiselele kuloo ndawo imitha iyeyayo.

UKUBALWA KWEEMITHA EZIQALA ZIHLAWULELWE

9. (1) Akukho mali ikhutshelwe ukuthenga umbane emayibuyiswe ngethuba lentengiso emva kokuqaliswa kokuqhubeka kukhutshwa isiliphu sombane oqala uhlawulelwe.

- (2) Iikopi zeziliphu zexesha elidlulileyo zokuthenga umbane oqala uhlawulwelwe zinokukhutshwa xa umsebenzi wombane ecele njalo.
- (3) Xa umsebenzisi wombane esimka kuyo nayiphi na indawo efakelwe imitha yombane oqala uhlawulelwe akukho mali yombane oseleyo kwimitha leyo eya kubuyiselwa umsebenzisi.
- (4) UMasipala unokuthi ngokokubona kwakhe achonge abathengisi bombane oqala uhlawulelwe yaye akufunekanga athembise ngokusebenza okuqhubekayo kwakhe nawuphi na umthengisi.
- (5) UMasipala unokuthatha umyinge othile wemali ekuthengwa ngayo umbane njengenxenye yeakhawunti engekagqitywa ukuhlawulwa.
- (6) UMasipala kufuneka abeke umyinge othathwa amaxesha ngamaxesha.
- (7) Xa umsebenzisi wombane eyishiya indawo ebifakwe kuyo imitha, lo msebenzisi akanakuyikhupha imitha leyo okanye acele uMasipala ukuba ambuyisele imali ngeritha eqala ihlawulelwe.
- (8) Zonke iimitha zisala zizezikaMasipala.
- (9) UMasipala unokufaka iimitha eziqala zihlawulelwe ngeendleko zomsebenzisi ngaphandle kokuba uMasipala ubona ngenye indlela.

UKUVAVANYWA KOKUCHANEKA KWEMITHA

10. (1) Ukuba umsebenzisi okanye umnini wendawo unesizathu sokukholelwa ukuba imitha ayibhaliswanga ngokuchanekileyo unokunika uMasipala isaziso esibhaliweyo xa efuna loo mitha ivavanywe, eso saziso sinokukhatshwa nemali ebekwe kwixabiso leenkonzo zokuvavanywa kweemitha, yaye uMasipala kufuneka avavanye loo mitha ngoko nangoko emva koko.
- (2) Loo nto ifunyenwe nguMasipala malunga nokuchaneka kwemitha emva kokuba olo vavanyo kuthethwe ngalo kwicandelwana (1) ilolokugqibela, yaye iMitha ithathwa njengebhalisa ngokuchanekileyo ukuba uvavanyo olo lubonisa ukuba ibhalisa ngaphantsi okanye ngaphezulu ngokungekho ngaphezu komyinge ophakathi we-5% xa ivavanywa ngokuhambelana-
 - (a) kwendlela yokusebenza yeZiko lemiGangatho laseMzantsi Afrika yokuvavanya iimitha zombane; okanye
 - (b) ngokuhambelana nendlela ebekwe nguMasipala.
- (3) Intlawulo ehlawulwayo ngokwecandelwana (1) mayibuyiswe ukuba uvavanyo lubonise imitha njengebala ngokungachanekanga.

- (4) Injineli kufuneka, kanye phambi kokuba iyisusele uvavanyo imitha, iqale ithathe ufundeko lwaloo mitha yaye olo fundeko lwemitha lwelo thuba kufuneka lucinywe ngethuba lolo fundeko (lovavanyo).
- (5) Ukuba emva kokuvavanywa kwemitha uMasipala uyaneliseka ukuba ayibali ngokuchanekileyo, kufuneka anike umxumi uxwebhu lwengxelo (isiteyithimenti) yeakhawunti lulungiswe ngokosetyenziso oluthathwa njengolutsalwe kancinci okanye olutsalwe ngaphezulu ngokwethuba leenyanga ezi-3 phambi komhla wokucinywa kolo fundeko lwemitha lwangelo thuba ngokwecandelwana (4) yaye iakhawunti elungisiweyo ekhutshiweyo kufuneka ihlawulwe zingaphelanga iintsuku ezili-10 zokukhutshwa kwayo.

UKUNGAPHUMELELI EKUBALENI NGOKUCHANEKILEYO KWEMITHA

11. (1) Akuba uMasipala anelisekile ukuba ukuba imitha iyekile ukubala ngokuchanekileyo olo fundeko lubonakalayo malungathathelwa ngqalelo yaye umxumi-
 - (a) kufuneka ahlawuliselwe elo thuba lofundeko lwemitha imali efanayo naleyo ebeyihlawulela ithuba elifana nelo kunyaka odlulileyo, ngokuxhomekeke kulungiso olufunwa lulo naluphi na utshintsho kufakelo lombane wexabiso leenkonzo; okanye
 - (b) ukuba ubengahlali kuloo ndawo ngelo thuba lifanayo kuthethwa ngalo kumhlathi (a), kufuneka ahlawuliswe ngokosetyenziso-mbane lwakhe lweenyanga ezi-3 eziphambi kokuba imitha ifunyanwe ukuba ibala ngokuchanekileyo; okanye
 - (c) ukuba ubengahlali kuloo ndawo ngalo lonke eli thuba kuthethwa ngalo kumhlathi (b), kufuneka ahlawuliswe ngokosetyenziso-mbane lwakhe kwiinyanga ezi-3 ezilandela umhla eyaphinda yabala ngokuchanekileyo ngawo imitha.
- (2) Ukuba kungafunyaniswa ukuba le mitha ibibala ngokungachanekanga ithuba elide kunelo thuba lofundo lwemitha ekuthethwe ngalo kwicandelwana (1), umxumi angahlawuliswa imali ebalwe ngokwelo candelwana okanye ngethuba elidana kunoko kodwa akukho mali iya kubizwa ngokwethuba eledlula iinyanga ezili-12 phambi komhla eyafunyanwa ibala ngokungachanekanga ngawo imitha.

UKUQHAWULWA KONIKEZELO-MBANE

12. (1) Xa naziphi na iintlawulo ezimele ukuhlawulwa uMasipala malunga nombane onikezelwe zisilela kwintlawulo, uMasipala unokuthi nangaliphi na ixesha aluqhawule unikezelo kolo fakelo-mbane okanye nayiphi na inxenye yalo echaphazelekayo de kuhlawulwe ngokupheleleyo ezo

ntlawulo sele zikunye nemali yoqhagamshelo ngokutsha ebekwe kumaxabiso eenkonzo.

- (2) Xa kufumaniseke kolo fakelo-mbane kukho iimeko ezikhoyo ezibonisa ngokoluvo lukaMasipala ukuba zibeka okanye zinokubeka engozini umntu okanye indawo okanye ziphazamisane nonikezelo-mbane komnye umxumi, uMasipala unokuluqhawula unikezelo-mbane kolo fakelo okanye nayiphi na inxenye yalo nangaliphi na ixesha engakhange azise mntu zide iimeko zibe zilungisiwe okanye isusiwe loo nto ibingalunganga.
- (3) UMasipala unokuthi engakhange azise mntu ayeke okwethutyana ukunikezela ngeenkonzo kulo naluphi na ufakelo-mbane ngenjongo yokulungisa okanye ukuhlola okanye ukuvavanya okanye ngayo nayiphi na enye injongo ephathelele kweyona ndawo utsala kuyo umbane okanye kwezinye iindawo ezisetyenzwayo.
- (4) UMasipala kufuneka, xa umxumi efake isicelo ngefomu ebekwe yinjinieli, aqhawule unikezelo aze aphinde aluqhagamshela ngokutsha xa kuhlawulwe loo mali ebekwe kumaxabiso eenkonzo.

UQHAGAMSHELO OLUNGEKHO MTHETHWENI

13. (1) Akukho mntu wumbi ngaphandle komsebenzi ogunyazisiweyo kaMasipala ekufuneka eqhagamshela okanye aqhagamshela ngokutsha okanye alinge ukuqhagamshela okanye ukuqhagamshela ngokutsha naluphi na ufakelo-mbane kuqhagamshelo lweenkonzo okanye kweyona ndawo utsala kuyo umbane.
- (2) Ukuba unikezelo kulo naluphi na ufakelo lombane luqhawulwe ngokwecandelo 12(1) okanye u-(2), loo mxumi kufuneka alandele onke amanyathelo afanelekileyo asemandleni akhe ukuqinisekisa ukuba olo nikezele aluqhagamshelwanga kwakhona ngendlela ekhabana necandelo (1).
- (3) Ukuba olo nikezelo luthi nangona luqhawulwe nguMasipala lwabuya lwaqhagamshelwa ngokutsha loo mxumi ungumnini-lo makathathe onke amanyathelo asemandleni akhe ukuqinisekisa ukuba akukho mbane usetyenziswayo kuloo ndawo yaye ngaphezulu kufuneka azise uMphathi: weeNkonzo zeziMali ngolo qhagamshelo ngokutsha.
- (4) Ukuba loo mxumi kuthethwa ngaye kwicandelwana (2) okanye (3) akahlali kule ndawo kuthethwa ngayo, kufuneka loo mntu uhlala kuloo ndawo alandele umgaqo obekwe kula macandelwana.
- (5) Kuso nasiphi na isimangalo sokophulwa okanye sokungalandelwa kwecandelwana (2) okanye (3) okanye omabini, okanye naliphi na okanye omabini la macandelo efundwa necandelwana (4), nakuphi na ukophulwa okanye ukungalandelwa, nokuba kokwangabom na okanye

kokokungakhathali, makwanele ukuba kubangele ityala yaye, ngaphandle kokuba kukho ubungqina obubobunye, kufuneka kuthathwe ngokuba-

- (a) amanyathelo afanelekileyo ekuthethwe ngawo kumacandelwana (2) no-(3) akathathwanga;
 - (b) oko kophulwa okanye ukungalandelwa komthetho kubangelwa sisenzo sokuzithandela okanye ukungenzi okuthile kwaloo mntu ubekwa ityala.
- (6) Akukho nkonzo yambane mayinikwe umntu osasilelayo kwiintlawulo nobonwa njengoqhele ukusilela ngaphandle kokuba loo mali ibisasele kwesilelayo ihlawuliwe okanye kwenziwe amalungiselelo entlawulo ngoMasipala.
- (7) Izicelo zoqhagamshelo lwethutyana zaso nasiphi na isizathu kunye nalo naluphi na olunye uqhagamshelo lwenziwa ngexabiso elibekwe nguMasipala.

USETYENZISO OLUNGEKHO MTHETHWENI

14. (1) Naluphi na unikezelo olubekelwe intlawulo yalo kumaxabiso eenkonzo nelinganiswa ngemitha okanye iseti yeemitha kufuneka ingasetyenziselwa nayiphi na enye injongo engaphezu kwaloo ntlawulo ibekiweyo.
- (2) Ngaphandle kokuba uMasipala unike imvumo ebhaliweyo akukho mbane unikezelwa nguye omawusetyenziswe ngaphandle kokuba uqale wagqitha kwimitha eqhagamshelwe kufakelo olo lombane.
- (3) Akukho mxumi unokuqhagamshela omnye umxumi esebenzisa iintambo zokusondeza umbane ngaphandle kokuba nguMasipala owenza olo qhagamshelo.

UKUTHENGISWA KWAKHONA KOMBANE

15. Apho umntu aphinda awuthengise umbane onikwa nguMasipala-
- (a) loo mbane kufuneka, ngokubhekisele kumthengi ngamnye, ufakwe imitha ngemitha encinci nefakelwe ngemvume kaMasipala;
 - (b) uMasipala akanaxanduva ngako nakuphi na ukungachaneki okanye okunye ukungahambi kakuhle kwale mitha incinci nokuba uMasipala uyivumile na okanye hayi loo mitha incinci okanye ufakelo lwayo;
 - (c) imali ebizwe nguloo mthengisi mayingabi ngaphezu kwexabiso leenkonzo ebeliya kuhlawulwa ukuba loo mthengi ubengumsebenzisi-mbane kaMasipala; yaye

- (d) imiqathango yokuthengiswa kwakhona oko mayingamdleleleli umthengi ngaphezu kwemigaqo anika ngayo umbane uMasipala yaye wonke umthengi onjalo unalo ilungelo lokucela umthengisi amnike zonke iiakhawunti, amaxwebhu kunye nezinye iinkcukacha ezinokuba yimfuneko ukwenza umthengi aqinisekise ukuba iiakhawunti azinikwayo zombane zichanekile.

UMZOBO NENGCACISO YOFAKELO-MBANE

16. UMasipala unokufuna ukuba lowo unekhontrakthi naye afake, ngenjongo yokuba uvunywe, umzobo wokufakelwa kweentambo zombane kunye nengcaciso ebandakanya nakuphi na ukwakhiwa okucetywayo, utshintsho, ulwandiso okanye ulungiso kulo naluphi na ufakelo lombane, yaye apho uMasipala afuna loo mzobo nengcaciso yawo akufunekanga loo msebenzi ucetywayo uqalwe de ube ufakiwe wavunywa.

UHLOLO NOVAVANYO

17. (1) Injineli inokuthi, ngexesha elifanelekileyo okanye ngalo naliphi na ixesha likaxakeka, ingene nakuyiphi na indawo ize iphononge okanye ivavanye nayiphi na inxenye yoqhagamshelo lwenkonzo okanye ufakelo lombane olukhoyo ngayo nayiphi na injongo kuquka injongo yokuqinisekisa ukuba akukho kwaphulwa kwale miThetho kaMasipala okanye eminye imithetho engenayo ilandelwe na okanye iyalandelwa nay aye umnini okanye unokhontrakthi, xa eyalelwe njalo, kufuneka asuse nawuphi na umhlaba, izitena, amatye, ubugcisa boluthi, okanye omnye umsebenzi ophazamisana okanye owogquma nayiphi na inxenye yofakelo lombane.
- (2) Phambi kokuba kwenziwe naluphi na uvavanyo okanye uhlolo ngokweli candelo umnini okanye umhlali kufuneka aziswe ngenjongo yoko yaye ukuba kufunyaniswa ukuba kukho ukungalandelwa kwale miThetho kaMasipala, nangona kukho le migaqo ikwicandelwana (3), uMasipala akanaluxanduva lokubuyisela nokulungisa ngokubhekiselele koku.
- (3) UMasipala kufuneka nanjengoko kubekiwe kwicandelwana (2), abuyisele yaye alungise naluphi na uphazamiseko, umonakalo, okanye ungenelelo oluphazamisa kuloo ndawo olumana lusenziwa luhlolo okanye uvavanyo olwenziwayo ngokwecandelwana (1).
- (4) Ngeli thuba naluphi na ufakelo lombane lusakhiwayo, luphazanyiswayo, lwandiswayo okanye lulungiswayo, injineli inokuhlola ivavanye nayiphi na inxenye yomsebenzi kaninzi kangangoko icinga ukuba kufanelekile, yaye ukuba nawuphi na umsebenzi injineli efuna ukuwuhlola okanye ukuwuvavanya, ekufuneka wogqunyiwe, injineli leyo ingafuna ukuba umnini wekhontrakthi okanye umnini wendawo leyo awuvule loo msebenzi, kungekho naziphi na iindleko ezihlawulwa nguMasipala, ukuze kuvezwe naziphi na iindawo ezidibana kuyo iintambo zombane okanye iingcingo zombane kuze kususwe naziphi na izinto ezidityanisiweyo,

iintsimbi, iminyango emincinci, iibhodi zaphantsi, iimathiriyeli okanye nokuba zeziphi na ezinye iziphazamiso, kunye nawo nawuphi na umsebenzi okanye ukufakelwa ngokutsha okwenziweyo nokuyimfuneko kufuneka nako kwenziwe kungekho zindleko zikaMasipala.

- (5) Zonke izixhobo ezifanelekileyo zokwenza uvavanyo nohlolo mazinikwe injineli ngunokhontrakhi, umnini okanye umhlali waloo ndawo yaye ezi zixhobo kufuneka xa ingunokhontrakhi, aqube ubukho beeleli ezikwaziyo ukuzimela.
- (6) Apho iikheyibhile okanye iityhubhu zokukhusela iintambo zombane zingaphantsi komhlaba imingxuma enazo kufuneka ingogqunywa de ube umsebenzi uhloliwe wavunywa.
- (7) Nawuphi na unokhontrakhi kufuneka anike injineli ubuncinane inothisi yeentsuku ezintathu (3) zokusebenza ngefomu ebekwe kulo Mthetho ethi ufune injineli ukuba yenze uhlolo okanye uvavanyo lofakelo lombane.
- (8) (a) Emva kokufumana inothisi ngokwecandelwana (7), injineli yenza olo hlolo novavanyo.
- (b) Ukuba ufakelo lombane lufuna uvavanyo kwakhona ngokomgaqo C177(4) walo Mthetho, olo vavanyo kwakhona luya kuhlawulelwa ngokwentlawulo ebekwe kwixabiso lenkonzo.

UXANDUVA LUKAMASIPALA NOLUKANOKHONTRAKHI

18. (1) Imvume yenjineli yofakelo lombane emva kohlolo okanye uvavanyo olo okanye ukunika kwakhe imvume yokuqhagamshela ufakelo kunikezelo azinakuthathwa nguMasipala ngayo nayiphi na injongo njengayo nayiphi na igaranti yokuba umsebenzi wenziwe ngokukuko okanye ukuba loo mathiriyeli isetyenziswe kuyo iyifanele injongo okanye nayiphi na iwaranti okanye ekhulula unokhontrakhi kuxanduva lwakhe, nokuba lolwasekuhlaleni okanye lolwaphulo-mthetho, ukulungiselela ukwenza umsebenzi ngokungafezekanga okanye ngokusebenzisa imathiriyeli engalunganga.
- (2) UMasipala akanaxanduva lwalo naluphi na ufakelo okanye omnye umsebenzi okanye ngayo nayiphi na ilahleko okanye umonakalo obangelwe ngumlilo okanye enye ingozi edalwe ngokupheleleyo okanye ngokungaphelelanga yimeko yofakelo lombane.

UQHAGAMSHELO LWEENKONZO

19. (1) Umnini waloo ndawo kuthethwa ngayo kufuneka afake isicelo sokufakelwa okanye ukubuyiselwa uqhagamshelo lwenkonzo ngefomu evunywe nguMasipala.

- (2) Uqhagamshelo lwenkonzo malufakelwe ngeendleko zomnini zize iindleko ezo zibekwe nguMasipala zihlawulwe kuMasipala phambi kokuba kuvunywe olo nikezelo.
- (3) Yonke inxalenye yoqhagamshelo lwenkonzo mayihlale iyekaMasipala.
- (4) Ngaphandle kwento yokuba uqhagamshelo lwenkonzo kufakelo lombane oluvunyiweyo lusenokuba selugqityiwe uMasipala unokuzigqibela ukuba ale ukunika umbane kolo fakelo de ibe ihlawuliwe yonke imali emele ukuhlawulwa uMasipala ngulo msebenzisi-mbane mnye ngokubhekiselele kolo qhagamshelo okanye naluphi na olunye uqhagamshelo lwenkonzo, nokuba lukuloo ndawo okanye hayi.
- (5) Akukho mnini unemvume yokufuna ngaphezu koqhagamshelo lwenkonzo enye ngonikezelo kuyo nayiphi na indawo nokuba inezitendi ezingaphezu kwesinye.
- (6) UMasipala unokuthi, ngokuxhomekeke kwiimeko azibona zifanelekile, anyanzele umnini, anike ngaphezu koqhagamshelo lwenkonzo enye endaweni yaye apho kunikwa uqhagamshelo lwenkonzo ezingaphezulu kwenye, atsho ukuba akukho mthethweni ukuzidibanisa.
- (7) Umfaki wesicelo soqhagamshelo lwenkonzo kufuneka, phambi kokuba uqalwe umsebenzi wofakelo olo, anike uMasipala ukhuselo (oluluhlobo lwemali) anokulufuna.
- (8) UMasipala unokuthi, ngaphandle kwalo naluphi na ukhuselo olunikiweyo ngokwecandelwana (7), ale ukufakela uqhagamshelo lwenkonzo de abe wanelisekile ukuba akukho mntu unokulwala olo fakelo.

IZIXHOBO EZIVALELWEYO

20. Apho uMasipala avalele okanye atshixele nayiphi na imitha, ifyuzi yeenkonzo, isaphuli-sekethe yeenkonzo kanye ezinye izixhobo ezifana nezo okanye ikhabhinethi okanye igumbi esibekwa kulo eso sixhobo nokuba lelukaMasipala na okanye hayi, akukho mntu ungengomqeshwa ogunyazisiweyo kaMasipala onokuthi nangasiphi na isizathu asuse, ophule, onakalise okanye aphazamisane nalo naluphi na uvalelo okanye ukutshixa oko.

UKONAKALISA

21. (1) Akukho mntu ekufuneka naphantsi kwayiphi na imeko okanye nangasiphi na isizathu apanyente, onakalise, aphazamise okanye aphazamisane nalo naluphi na uqhagamshelo lwenkonzo yaye ngumqeshwa ogunyazisiweyo kaMasipala kuphela onokwenza naluphi na utshintsho okanye ulungiso olo.

- (2) Nawuphi na umntu obhaqwe esonakalisa umbane ngokwecandelo (1) uya kuthi ngaphezu kwezohlwayo ekuthethwe ngazo kwicandelo 38 ajongane nokuhlawulela iindleko ezenziwe ekulungisweni koqhagamshelo lwezo nkonzo.
- (3) Ukuba olo phazamiso lwenze ukuba inkonzo yombane ingakwazi ukubalwa ngemitha okanye ingabalwa ngokuchanekileyo ngemitha, loo mntu uya kujongana nokuhlawula imali ebekwe ngokwemigaqo ekicandelo 11 (1).

UXANDUVA LOMONAKALO WOQHAGAMSHELO LWEENKONZO

22. (1) Uminini waloo ndawo okanye umsebenzisi-mbane unoxanduva lokulungiselela uMasipala nawuphi na umonakalo onokwenzeka kuqhagamshelo lweenkonzo kanye nayiphi inxalenye okanye kuzo naziphi na ezinye izixhobo ezikuloo ndawo, ngaphandle kokuba loo mnini okanye umsebenzisi-mbane anganika ubungqina bokuba kubekho ukungakhathali ngakwicala likaMasipala.
- (2) Ukuba kwenzeka nawuphi na umonakalo kwintambo yombane kanye kuyo nayiphi na inxenywe yoqhagamshelo lweenkonzo, umsebenzisi-mbane makazise uMasipala kanye emva kokuba eye wanolwazi ngaloo nto aze uMasipala okanye umntu ogunyaziswe nguye alungise loo monakalo.

UHLOBO LONIKEZELO

23. UMasipala unokuthi kwimeko ethile ajonge ukuba unikezelo olo malube namandla ombane (ivoletheji) amakhulu na okanye aphantsi kunye nohlobo lolo nikezelo.

IIKHABHINETHI ZEMITHA

24. Phambi kokuba kunikwe unikezelo olunamandla ombane aphantsi, umfaki-sicelo okanye umnini kufuneka, ukuba uMasipala ufuna enze njalo yaye engazi kuhlawula nto uMasipala kkwakwindawo evunyiwe nguMasipala lowo, anike ikhabhinethi eluyilo nolwakhiwo oluvunyiweyo lokugcina uqhagamshelo lweenkonzo zikaMasipala.

UFAKELO LOMBANE ONAMANDLA AMAKHULU

25. (1) Zonke izixhobo ezisetyenziswe kuqhagamshelo ezinofakelo lombane olunamandla amakhulu mazibe zezoyilo nolwakhiwo oluvunyiweyo.
- (2) Phambi kokuba nawuphi na umsebenzi uqalwe kuqhagamshelo lofakelo lombane onamandla amakhulu okanye kulwandiso lofakelo lombane onamandla amakhulu, makufakwe kuMasipala iplani yesiza nomzobo obonisa ngokweenkcukacha ezanelisa uMasipala iinkukacha kunye nobume bazo zonke izixhobo zombane ezicetywa ukufakelwa ngokunjalo

neenkukacha zobuxhakaxhaka obuhambelana nezi zixhobo yaye njengoko sekutshiwo akukho msebenzi mawuqaliswe de olo fakelo okanye ulwandiso olucetywayo lube luvunyiwe.

- (3) Akukho mntu ngaphandle komntu oqeqeshiweyo ekufuneka efakele, elungise, eguqule, andise, ehlole okanye esebenze okanye waphatha okanye wenza nantoni na ngokubhekiselele kwizixhobo ezinamandla amakhulu ombane.
- (4) Ngaphandle kwemvume ebikhe yanikwa nguye uMasipala unokuthi –
 - (a) nangaliphi na ixesha elifanelekileyo okanye kwimeko kakakeka, ngawo onke amaxesha, ahlole nasiphi na isixhobo esinamandla amakhulu ombane aze asifake kwiimvavanyo kangangoko ebona kufanelekile; yaye
 - (b) ukuba ezo zixhobo zifunyanwa zinengxaki, aqhawule unikezelo kuloo ndawo de loo ngxaki ibe ilungiswe ngokwaneleyo ngokokubona kukaMasipala.
- (5) Umnini okanye umsebenzisi-mbane uhlawula kuMasipala ngeendleko zokwenza naluphi na kwezi mvavanyo zichatshazelwe kwicandelwana (4) ukuba kuye kwafuraneke kukho ukungalungi kumandla amakhulu okanye aphantsi ofakelo lombane.
- (6) Ngaphandle kwayo rayiphi na into ekwicandelo 26 akukho sixhobo sinamandla amakhulu ombane esisandula kufakelwa, ukuphazanyiswa okanye ukwandiswa ekufuneka siqhagamshelwe kunikezelo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo kaMasipala, mvume leyo ingayi kunikwa ngaphandle kokuba zonke iimfuno zeli candela zifezekisiwe.

IINDAWO EZIVALEKILEYO ZEZIXHOBO ZONIKEZELO LOMBANE

26. (1) Apho kuyimfuneko ngokukaMasipala, umnini kufuneka anike aze alungise indawo evalekileyo engazi kubiza mali kuMasipala eza kugcina isixhobo sonikezelo lombane kaMasipala nowomsebenzisi-mbane kwindawo ekhethwe nguMasipala.
- (2) Akukho mntu omakangene kuloo ndawo ivalekiweyo igcine isixhobo sonikezelo-mbane sikaMasipala okanye abambe okanye aphazamisane nazo naziphi na izixhobo ezingaphakathi apho, ngaphandle kokuba ugunyaziswe nguMasipala.
- (3) Yonke indawo evalekileyo enamandla aphantsi ombane enobudlelwane nendawo evalekileyo enamandla ombane amakhulu kunye nayiphi indawo evalekileyo yonikezelo olulodwa lombane onamandla aphantsi kufuneka zigcinwe zitshixiwe ngumsebenzisi-mbane yaye isitshixo sazo kufuneka asinikwe uMasipala xa esifuna kungenjalo kubekho indlela yokufaka

isitshixo esizimeleyo esifakwa nguMasipala yena anelungelo lokufikelela kwezo ndawo zivalekileyo ngalo lonke ixesha.

- (4) Umsebenzisi-mbane okanye umnini wendawo kufuneka ngalo lonke ixesha anike aze agcine ufikelelo olukhuselekileyo nolungenabunzima kwindawo evalekileyo enamandla aphantsi ombane okanye kwindawo evalekileyo yonikezelo olulodwa lombane onamandla aphantsi yaye loo ndawo ivalekileyo kufuneka umsebenzisi-mbane ayigcine icocekile yaye iqoqekile ngawo onke amaxesha ngendlela eyanelisa uMasipala yaye kufuneka ingasetyenziselwa ezinye iinjongo ngaphandle kokuba yindawo yokugcina izixhobo ezincinci nezikhulu ezinento yokwenza nonikezelo lombane.
- (5) Umsebenzisi wombane okanye umnini wendawo kufuneka ngalo lonke ixesha anike yaye agcine ufikelelo olukhuselekileyo nolungenabunzima kwindawo evalekileyo enamandla amakhulu ombane, olo fikelelo kufuneka luye ngqo kuloo ndawo ivalekileyo luya kuyo unikezelo lombane olunamandla amakhulu yaye lungayi kwindawo evalekileyo enamandla aphantsi ombane okanye luye kulo naluphi na ucango okanye isango elinesitshixo salo esilawulwa ngumsebenzisi-mbane okanye umnini wendawo leyo.
- (6) UMasipala angasebenzisela nayiphi indawo evalekileyo izixhobo zonikezelo ngokubhekiselele kunikezelo oluya kubasebenzisi abakwezinye iindawo engabekwanga kuzo loo ndawo ivalekileyo.

IZIXHOBO EZIQHAGAMSHELWE NGOKUSISIGXINA

27. Izixhobo eziqhagamshelwe ngokusisigxina kufakelo lombane mazivunywe nguMasipala.

IZIGUQULI ZECALA AYA NGAKULO AMANDLA OMBANE

28. Lonke ufakelo lombane oluqhagamshelwe kweyona ndawo utsala kuyo umbane exhonyiweyo kufuneka lunikwe isiguquli secala aya ngakulo amandla ombane esivunyiweyo esinye okanye nangaphezulu kwiindawo ezikhethwe nguMasipala.

INDAWO YEZIXHOBO ZOKUPHEKA

29. Akukho sixhobo sakufudumeza okanye sakupheka emasifakelwe, sibekwe okanye sisetyenziswe phantsi kwayo nayiphi na imitha kaMasipala.

UKUNIKWA KWEZIQHAWULI ZOKUHAMBA KOMBANE

30. Xa kuyimfuneko ngokukaMasipala, umnini wendawo makanike aze afakele iziqhawuli zokuhamba kohanjiso lombane ezivunyiweyo kwindawo ebekwe nguMasipala.

UKULUNGISWA KOFAKELO LOMBANE

31. (1) Umsebenzisi wombane kufuneka ngalo lonke ixesha agcine naluphi na ufakelo lombane kuyo nayiphi na indawo enxulumene nonikezelo lombane isebenza yaye ikwimeko eyanelisayo ngokukaMasipala.
- (2) UMasipala angafuna ukuba umsebenzisi wombane othatha unikezelo olunamanqanaba amanzi, ukuba asasaze umthwalo wombane wakhe, ngaloo ndlela ivunywe ngumasipala, ewusasazela kumanqanaba onikezelo olo yaye unokufakela izixhobo ezinjalo kuqhagamshelo lweenkonzo olufanelekileyo ngendlela abona ifanelekile ukuqinisekisa ukuba lo mgaqo uyalandelwa.
- (3) Akukho msebenzisi wombane omakasebenze ngezixhobo zombane ezineempawu zamandla ombane okanye ezinamandla aziikharenti zamaxesha okusebenza anobunzima obungalinganiyo, nezingayilandeliyo imigaqo elandelwa nguMasipala.
- (4) Uhlolo lokuphazanyiswa kwabanye abasebenzisi bombane malwenziwe ngemilinganiselo ethathwa ngethuba lokusebenza kunye okufanayo.
- (5) Ukuba injineli ifuna njalo, amandla awo nawuphi na umbane osetyenziswayo makagcinwe engedlulanga ekucotheni nge-0.85 nasekubalekeni nge-0.9.
- (6) Apho kuthi ngenjongo yokulandela icandelwana (5), kuyimfuneko ukufakela izixhobo zokulungisa ukuhamba kombane, ezo zixhobo zokulungisa maziqhagamshelwe kwiitheminali ezizimeleyo ngaphandle kokuba ulungiso olo lokuhamba kombane lulawulwa ngokuzenzekelayo.
- (7) Ngaphandle kwaxa efumene imvume kuMasipala aze alandele imiqathango enokubekwa, akukho mntu-
- (a) unokwakha, abeke okanye avumele ukubekwa kwaso nasiphi na isakhiwo okanye enye into, okanye atyale imithi okanye izityalo ngaphezu okanye kuloo ndawo okanye ngendlela eya kuthi iphazamisane okanye ibeke esichengeni indlela yokuhamba kombane;
- (b) embe, avule okanye asuse umhlaba ongaphezulu, ecaleni okanye phantsi kwayo nayiphi na indlela yokuhamba kombane;
- (c) onakalise, abeke esichengeni, asuse okanye atshabalalise nayiphi na indawo yendlela yokuhamba kombane; okanye
- (d) avule kuyo nayiphi na inxenye yendawo yokuhamba kombane okanye aphazamise okanye aguqule indlela yokuhamba okanye

enze ukuba kuphazamiseke okanye kuguquke nayiphi indlela yokuhamba kombane.

- (8) Umnini wendawo makanciphise umphakamo wemithi okanye ubude bophokelo lwamasebe nokusondela kwemiqolo engaphezulu okanye enze indlela yophokelo oluya kwanela, ngokukaMasipala, ukunqanda ukuba imithi ingaphazamisani neekhondaktha xa kunokwenzeka ukuba umthi lowo okanye isebe liwe okanye ligawulwe;
- (9) Ukuba umnini wendawo akaphumeleli ekulandeleni lo mgaqo uMasipala makabe nelungelo, emva kokuqala akhuphe inothisi ebhaliweyo, okanye nangaliphi na ixesha likaxakeka, lokugawula okanye aphungule loo mthi okanye ezinye izityalo ngendlela eya kulandela lo mgaqo yaye kufuneka akwazi ukungena kuloo ndawo ngenxa yale njongo zaye iindleko zawo nawuphi na umsebenzi kaMasipala obangelwe kukungalandelwa kwale imithetho kamasipala, kufuneka uhlawulelwe ngumntu ongalandelanga icandelo (7).
- (10) UMasipala unoku-
- (a) tshabalalisa, atshintse okanye ajongane naso nasiphi na isakhiwo, isakhelo okanye nayiphi na into eyakhiweyo, yaphakanyiswa okanye yabekwa ngokungahambelaniyo necandelo (7);
- (b) zalisa aze alungise nawuphi na umhlaba owembiweyo okanye wasuswa ngokungahambelaniyo necandelo (7);
- (c) lungisa nawuphi na umonakalo owenziwe ngokungahambelaniyo nale imithetho kamasipala okanye osisiphumo sokungalandelwa kwecandelo (7);
- (d) susa nantoni na eyonakalisayo, ephazamisayo okanye ebeka esichengeni kungenjalo enokonakalisa, iphazamise okanye itshabalalise nayiphi na inxenye yendlela yokuhamba kombane.

IZIXHOBO ZOKULAWULA

32. (1) Kumaxesha olona setyenziso luphezulu lombane okanye ngexesha likaxakeka, okanye xa ngokokubona kweNjineli kuyimfuneko ngaso nasiphi na isizathu ukuba kuncitshiswe umthwalo wombane kuloo ndlela yonikezelo kaMasipala, uMasipala unokuthi engakhange akhuphe saziso awuphazamise umbane acinga ukuba uMasipala liyimfuneko, ayeke ukunikezela ngombane kuso nasiphi na isifudumezi samanzi esisebenza ngombane somsebenzisi wombane okanye nasiphi na isixhobo esithile okanye kufakelo lombane xa lulonke.

- (2) UMasipala akanaxanduva ngayo nayiphi na ilahleko okanye umonakalo nokuba wenzeke ngqo na okanye usisiphumo esibangelwa okanye esivela kolo phazamiseko okanye ukuqhawulwa kombane.
- (3) UMasipala unokufakela kwindawo yomsebenzisi wombane isixhobo acingela ukuba siyimfuneko ukuze kulandeleke imigaqo yecandelwana (1) yaye injineli okanye igosa eligunyazisiweyo likaMasipala lingathi ngalo naliphi na ixesha elifanelekleyo lingene endaweni ngenjongo yokufaka, ukuhlola, ukuvavanya, ukulungisa okanye ukutshintsha eso sixhobo.
- (4) Ngaphandle kwemigaqo ekwicandelwana (3), umsebenzisi wombane okanye umnini wendawo, nokuba nguwuphi kubo, kufuneka athi xa efakela isifudumezi esisebenza ngombane, alungiselele indawo kunye nokuhamba kweentambo zombane ngendlela iNjineli enokugqiba ukuncedisa ngayo kufakelo lwamva lweso sixhobo okanye isixhobo esisebenzayo ekuthethwe ngaso kwicandelwana (3).
- (5) Injineli inokuthi ngesicelo esibhaliweyo somsebenzisi waso nasiphi na isixhobo sombane esingaqhagamshelwanga kunikezelwano lolawulo lombane, apho ke umsebenzisi wombane aya kuthi, ngeli xesha esi sixhobo singeqhagamshelwa ncam, ahlawule intlawulo yenyanga ebekwe nguMasipala.
- (6) Injineli inokunika uluhlu lwezinxulumanisi zombane, eziya kuvala xa unikezelwano ngombane ekuthethwe ngalo kwicandelwana (1) lusaqhuba, neziya kuvumela umsebenzisi wombane ukuba azilawulele ngokwakhe isixhobo sokulawula umthwalo wombane kunye nezixhobo zokulumkisa ngokusindwa kombane.
- (7) Nawuphi na umntu ongenguye lo mntu ugunyazisiweyo othi aphazamisane, asuse, aqhawule okanye atshabalalise esi sixhobo sokulawula umbane kuthethwe ngaso kwicandelwana (1) uya kubekwa ityala ngokwecandelo 38.

UKUPHAZAMISANA NABASEBENZI

33. (1) Akukho mntu makangavumi ukunika iinkcukacha ezinokufunwa ligosa likaMasipala elisemsebenzini okanye anike naziphi na iinkcukacha ezingezizo kulo naliphi na igosa ngokubhekiselele kumsebenzi wofakelo lombane oqityiweyo okanye ekuthethwe ngawo.
- (2) Akukho mntu ekufuneka –
 - (a) elibazise, waphazamisa okanye waphazamisana naye nawuphi na umsebenzi kaMasipala ngabom ekwenzeni kwakhe umsebenzi ohambelana nale miThetho kaMasipala;
 - (b) ale ngabom ukunika iinkcukacha anokuthi azifune uMasipala; okanye

- (c) anike ngabom uMasipala naziphi na iinkcukacha azaziyo yena ukuba zibubuxoki okanye zigquka umkhondo.

UNIKEZELO OLUNGAZINZANGA

34. UMasipala akanaxanduva ngeziphumo ezithi zenzeke kumsebenzisi wombane okanye naye nawuphi na omnye umntu ngenxa yakho nakuphi na ukumiswa, ukumka, ukutshintshatshintsha, ukuhamba kwamandla ombane okanye okunye ukungasebenzi kakuhle kombane okubangelwa siso nasiphi na isizathu ukuba kulandelwe uMthetho woMbane, ka-1987 (uMthetho wama-41 ka-1987).

IZIKHALAZO NGOKUWA KOMBANE

35. Ukuba umqeshwa kaMasipala ogunyazisiweyo ubizelwe kwindawo ahlala kuyo uMsebenzisi wombane ebizwa nguye nawuphi na umsebenzisi wombane ukuba ajonge isikhalazo ngako nakuphi na ukuwa kombane size isizathu soko kuwa kombane sifunyanwe njengesibangelwa lufakelo lombane womsebenzisi wombane, umsebenzisi wombane lowo uya kuhlawula intlawulo ebekwe nguMasipala ngolo ncedo.

UXANDUVA LOMNINI NOMSEBENZISI WOMBANE

36. (1) Umnini kunye nomsebenzisi wombane babambisene yaye kumaxa amaninzi benoxanduva lokulandela naziphi na iimbophelelo zezimali okanye ezinye iimfuno ezibizwa kubo yile miThetho kaMasipala.
- (2) Uxanduva lokulandela naziphi na iimbophelelo zezimali ngokubhekiselele kusetyenziso lombane lolomsebenzisi wombane kuphela.

IZAZISO OKANYE IINOTHISI

37. (1) Nasiphi na isaziso okanye uxwebhu olukhutshwe nguMasipala ngokwale miThetho kaMasipala luthathwa njengolukhutshiweyo ukuba lusayinwe ligosa eligunyazisiweyo likaMasipala.
- (2) Apho kufuneka kuhanjiselwe nasiphi na isaziso okanye olunye uxwebhu ngokwale miThetho kaMasipala lusiya kuye nawuphi na umntu luya kuthathwa njengoluhanjiswe ngokusesikweni ukuba luhanjiswe –
- (a) kuye buqu;
- (b) kulo naliphi na ilungu losapho lwakhe elingaphezu kweminyaka eli-16 elikuloo ndawo ahlala kuyo;
- (c) kuloo ndawo ubegqibele ehlala okanye eshishina kuyo njengoko ivela kwiirekhodi zoMphathi: iiNkonzo zeziMali ukuba luthunyelwe ngerejista; okanye

- (d) kwigosa laloo nkampani kwiofisi yayo ebhalisiweyo okanye lwathunyelwa ngerejista kuloo ofisi, ukuba loo mntu kuthethwa ngaye yinkampani.

ULWAPHULO-MTHETHO NEZOHLWAYO

38. (1) Nawuphi na umntu owophula okanye ongawulandeliyo nawuphi kule migaqo yale miThetho kaMasipala unetyala lokophula umthetho yaye xa ebanjwa ujongene nesigwebo okanye ukuvalelwa entolongweni ithuba elingekho ngaphezu kweenyanga ezili-12.
- (2) Umhlali okanye, ukuba akukho mhlali, umnini wayo nayiphi na indawo enikezelwa umbane, apho kwaphulwe khona le miThetho kaMasipala, uya kuthathwa njengonetyala loko kophulwa komthetho ngaphandle kokuba ukwazile ukubonisa ukuba-
- (a) ubengazi yaye ubengenakwazi ukuba loo nto ibenziwa okanye ibinokwenziwa; yaye
- (b) loo nto yenziwe ngomnye nje umntu angakwaziyo ukuzilawula izenzo zakhe.
- (3) Nawuphi na umntu owenza okuphambene nemigaqo yecandelo 13 nongabizwa kuye umbane osetyenziswayo okanye owuhlawuliswa loombane ngomyinge ongaphantsana kulowo bekufanele ukuba uhlawuliswa wona, nokuba kukho nasiphi na isohlwayo esinokubekwa ngokweli candelo -
- (a) unoxanduva lokuhlawula uMasipala isixa ebesimele ukuba sihlawulwe kuye (uMasipala) ukuba olo lwaphulo-mthetho belungenziwanga; yaye
- (b) eso sixa kufuneka sibalwe ngokweyona ntlawulo iphezulu ibinokwenziwa ngokwamaxabiso eenkonzo asebenzayo ukususela kumhla oko kunzalandelwa komthetho kwaqalayo ukwenzeka.
- (4) Naziphi izohlwayo ezihlawulwa ngumsebenzisi wombane ngokungalandeli na iphi na icandelo lale miThetho kaMasipala kufuneka zihlawulwe kuMasipala.

UKUYEKISWA KWALE MITHETHO KAMASIPALA

39. Inigaqo yawo nawuphi na uMthetho kaMasipala obhekiselele kumbane onikwa nguMasipala iya kuyekiswa ngokuxhomekeke ekuhambelaneni kwayo nemiba echatshazelwe kule miThetho kaMasipala.

ISIHLOKO ESIFUTSHANE NOKUQALA KWALO MTHETHO

40. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yoMbane yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla obekwe liBhunga likaMasipala.

No. 16

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YOPHOKELO LWEZAKHIWO
ZIKAMASIPALA**

IMITHETHO EYILWAYO

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13(a) lorhulumente wasekhaya: umthetho weendlela zokwenza zoomasipala, ka-2000 (umthetho wama-32 ka-2000), upapasha imiThetho kaMasipala yophokelo lwezakhiwo yoMasipala waseMbizana, njengoko uvunywe libhunga lakhe ngale ndlela icaciswe apha ngezantsi

Isiqulatho

1. Iingcaciso
 2. Imvume efunekayo yebhunga
 3. Imithetho yokwakhiwa kwezakhiwo eziphokelayo
 4. Iintsika zangaphandle zendlu
 5. Iibhalkhoni neefestile eziphokeleyo
 6. Iziseko zeentsika, iintsika zangaphandle ezisicaba, iibhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga
 7. Iiveranda ezirhangqe iikona
 8. Ukuvuleka kweendlela zabahambi ngeenyawo.
 9. Ulungiso, ukususwa nokuqeshiswa kophokelo
 10. Ukuhonjiswa ngezitena okanye ngamatye kweendledlana zeenyawo okanye iindlela zabahambi ngeenyawo ezingaphantsi okanye phambi kophokelo
 11. Uphokelo
 12. Ukophulwa komthetho nezohlwayo
 13. Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala
 14. Isihloko esifutshane
- Ishedyuli yoku-1: ukuyekiswa kwemiThetho kaMasipala

Iingcaciso

1. (1) kule miThetho kaMasipala, naliphi na igama okanye intetho ecaciswe kumthetho kazwelonke wemigaqo yokwakha nemigangatho yokwakha, ka-1977 (uMthetho we-103 ka-1977), inaloo ntsingiselo yaye, ngaphandle kokuba kukomnye umxholo-
 - (a) **“ibhunga”** lithetha ibhunga likamasipala waseMbizana elasekwa phantsi kwecandelo le-12 loMthetho wamaCandelo ooMasipala: wooRhulumente baseKhaya, ka-1998 (umthetho we-117 ka-1998);
 - (b) **“uphokelo”** luthetha nayiphi na into ephokele ngaphezu kwendlu kamasipala, okanye kwindlu elawulwa ngumasipala okanye enye indlu ngokubhekiselele kubucaka okanye amanye amalungelo endlu abhaliswe egameni likamasipala;
 - (c) u-**“m”** uthetha imitha;
 - (d) u-**“mm”** uthetha umilimitha;
 - (e) **“ebekiweyo”** ithetha ebekwe sisigqibo sebhunga esenziwa amaxesha ngamaxesha;

- (f) **“ixabiso elibekiweyo”** lithetha ixabiso elibekwe sisigqibo sebhunga ngokoMthetho woTshintsho loRhulumente waseKhaya, ka-1993 (uMthetho wama-209 ka-1993), okanye nawuphi na omnye umthetho ongenayo;
- (g) **“indlela kawonkewonke”** ithetha nayiphi indlela, isitalato okanye indlela ecanda phakathi kwezindlu okanye nayiphi na enye indlela edla ngokusetyenziswa nguwonkewonke okanye indawo ethile yayo okanye abantu gabalala abanelungelo lokuyisebenzisa, yaye iquka –
- (a) ungqameko lwaloo ndela, isitalato okanye indlela ecanda phakathi kwezindlu;
 - (b) nayiphi na ibhulorho, indlela yeenyawo ehamba phezu komgaqo okanye indlela edalwe yiyo nayiphi na kuloo ndlela, isitalato okanye indlela ecanda phakathi kwezindlu; kunye
 - (c) nawo nawuphi na omnye umsebenzi okanye into eyinxalenye okanye eqhagamshelwe okanye eyeyaloo ndlela, isitalato okanye indlela ecanda phakathi kwezindlu.
- (2) Ukuba nawuphi na umgaqo kule miThetho kaMasipala ubeka okanye usebenzisa naliphi na igunya, umsebenzi okanye okwenziwa nguMasipala kumqeshwa kaMasipala yaye elo gunya, loo msebenzi okanye akwenzayo ngokwecandelo 81(2) loMthetho ka-2000 weendlela zoKwenza zooMasipala: uRhulumente waseKhaya (uMthetho wama-32 ka-2000), okanye nawuphi na omnye umthetho onikwe umniki-nkonzo, ireferensi yaloo mqeshwa mayifundwe njengereferensi yaloo mniki-nkonzo okanye, xa kusebenza, umqeshwa womniki-nkonzo ogunyaziswe nguye.

Imvume efunekayo yebhunga

2. (1) Akukho mntu unokuthi, engaqalanga wufumana imvume kuMasipala, enze okanye akhe nawuphi na umqolo weentsika, iveranda, ibhalkhoni, ifestile ephokeleyo, isibane sendlela yabahambi ngeenyawo, umboniso okanye olunye uphokelo oluhamba phezu kwayo nayiphi na indawo yendlela kawonkewonke, novuleleko lwendlela yabahambi ngeenyawo ekuyo nayiphi na indlela kawonkewonke okanye phantsi kwayo.
- (2) UMasipala angala nemvume efunekayo ngokwecandelo (1) okanye angayinika loo mvume nokuba kungokungenamiqathango okanye ngemiqathango ethile kwaye ngokuxhomekeke kwintlawulo lwemali ebekiweyo yaminyaka le okanye ukwenziwa komsebenzi okanye inkonzo ebekwe libhunga kwimeko nganye.

- (3) Loo mali ibekiweyo inikwe kwicandelwana (2) iqala ihlawulwe ekuqaleni konyaka obalwa ukususela kumhla wemvume ebhaliweyo okanye umhla obekwe libhunga, yaye umnini wolo phokelo unoxanduva lokuhlawula loo mali ngophokelo ngalunye.
- (4) Umnini wophokelo kufuneka zingaphelanga iintsuku ezingama-90 emva komhla wokuqala kwale miThetho kaMasipala azise ibhunga ngokubhaliweyo elazisa-
 - (a) ngobukho bolo phokelo; kunye
 - (b) ubume obuleleyo bophokelo ngalunye olulinganiswe ngokuleleyo kungqameko lwendlela olubekwe phezu kwayo uphokelo olo.
- (5) Kude kube lixesha apho ibhunga lazisiweyo ngobume obuleleyo bophokelo ngokwecandelwana (4)(b), lonke uphokelo olubhekiselele kwisakhiwo luthathwa njengolunobume obuleleyo obulingana nomphambili wendlela oluphezu kwayo uphokelo olo, phokelo olo lukuloo ndawo sikuyo isakhiwo.

Imithetho yokwakhiwa kwezakhiwo eziphokelayo

3. (1) Uyilo, ukuma nokwakhiwa kweveranda, ibhalkhoni, ifestile ephokeleyo, okanye olunye uphokelo oluphezu kwendlela kawonkewonke, ngokunjalo nokuhonjiswa kwaphantsi ngezitena, ungqameo lwendlela yeenyawo kunye nendlela ehamba amanzi esitalato mazanelise amanqanaba avunywe libhunga.
- (2) Ukuba kusetyenziswe izinki ukogquma iveranda, eli cala lingaphezulu lalo kufuneka lipeyintwe.
- (3) Iveranda ephokele phezu kwendlela kawonkewonke kufuneka ingqamane ngokusemngxeni, ngokomphakamo nangeenkukacha ezikhoyo kwiiveranda ezidibana nayo.

Iintsika zangaphandle zendlu

4. (1) UMasipala angajonga iindawo ezikwakule ndawo kaMasipala apho kungekho mntu angabeka iintsika zeveranda phezu kwendlela kawonkewonke okanye iindlela zabahambi ngeenyawo.
- (2) Akukho mntu uvunyelweyo ukuba abeke nayiphi na intsika yeveranda phezu kwendlela yabahambi ngeenyawo apho loo ndlela yabahambi ngeenyawo inobubanzi obungaphantsi kwee-2.6.

- (3) Akukho mntu unokubeka nayiphi na intsika yeveranda engaphezu kwee-3m ukusuka kungqameko lwesakhiwo esilinganiswe ukuya kumphandle wentsika okanye ngaphantsi kwee-3m ukuya kumphakathi womphakathi.
- (4) Akukho mntu unokubeka nayiphi na intsika yeveranda phezu kwayo nayiphi na indlela yabahambi ngeenyawo ekwikona yendlela kawonkewonke engaphaya kongqameko olungqamana nesakhiwo.
- (5) Akukho mntu unokubeka inxenywe yayo nayiphi na intsika yeveranda kungama ongaphantsi kwee-600mm kumva osuka kungqameko lwangaphambili longqameko lwendlela.
- (6) Akukho mntu unokubeka iintsika ezimbini zeveranda phezu kwayo nayiphi na indlela kawonkewonke okanye indlela yabahambi ngeenyawo.
- (7) Ukuba iveranda ixhaswe ziintsika, iintsika zinokungabinazo iiayirisi ezizikwere, akukho siseko sinokuphokela ngaphezu kwee-50mm ngaphaya kwedayamitha engezantsi yentsika yaye iidayimenshini ezingqamene ngokuya ecaleni zeso siseko azinakudlula kwii-350mm.
- (8) Ukuba indlela emi ngayo intsika yephucukileyo yakudala, incam yayo mayibe nesixhasi nencopho ngelixa isiseko silungeleleneyo nazo.
- (9) Akukho intsika, kuquka incopho nesiseko sayo, emayibe ngaphantsi kwee-3m okanye ibe ngaphezu kwee-3.6m ngobude iphinde ibe ngaphezu kwe-4.5 kuquka nesiseko sentsika.
- (10) Akukho mntu unokuthi, engakhange afumane imvume ebhaliweyo yebhunga, abeke intsika kwindlela kawonkewonke apho indlela yeenyawo okanye indlela yeenyawo esecaleni kwendlela inentambo yombane okanye inokuba nentambo yombane, umbhobho okanye enye inkonzo kamasipala.
- (11) Owona mphakamo uphantsi ukusuka kwindlela yeenyawo okanye iindlela yeenyawo esecaleni kwendlela ukuya kwicala elingaphantsi lesixhasi esidibanisa ibhalkhoni nodonga okanye isixhasi sebhodi enegama lendawo mayibe zii-3m.
- (12) Ukufakelwa kwemibhobho okanye ukutyhubhisa (ukufakelwa kweentambo zombane) akunakusetyenziselwa nayiphi na intsika yeveranda okanye yebhalkhoni ephezu kwendlela kawonkewonke ngaphandle kokuba loo nto yenzelwa iinjongo yokuhombisa.
- (13) Ukubekwa komqolo osekuqaleni, ukubekwa kwezitena ezizibhloko okanye ungqameko lweentsika ezinyukayo, ukuba zikhona, azinakuba ngaphantsi kwee-750mm okanye ngaphezu kwe-1.05m ngaphezu komgangatho ekunyathelwa kuwo webhalkhoni.

- (14) Kule miThetho kaMasipala akukho nto inqanda-
- (a) ukwaxhiwa nokusetyenziswa kwentsika edibanisa iiveranda ezimbini ukuba loo ntsika inxenye yayo imi kwindawo engqamene nezi zindlu zombini okanye iyazidibanisa; okanye
 - (b) kwimeko yeeveranda ezidibanayo, ukubekwa kwayo nayiphi na intsika kwisiseko senthika ukuba kuyimfuneko ukuzingqamanisa nakuyo yonke imigaqo elandelwa yile miThetho kaMasipala.

Ibhalkhoni neefestile eziphokeleyo

- 5
- (1) Akukho bhalkhoni, festile ephokeleyo okanye uphokelo ekufuneka lujinge kwindlela kawonkewonke ukuba lunomphakamo ongaphantsi kwee-3m ukusuka kwindlela yabahambi ngeenyawo.
 - (2) Akukho bhalkhoni inokuphokela ngaphezu kwe-1.35m phezu kwendlela kawonkewonke.
 - (3) Akukho festile iphokeleyo enokuphokela ngaphezu kwee-900mm ngaphezu kwendlela kawonkewonke.
 - (4) Ubude obuphakathi befestile ephokeleyo phezu kwendlela kawonkewonke nakweliphi na inqanaba akunakudlula kwisinye esithathwini (1/3) somphakamo womphambili wesakhiwo kuloo ndlela.
 - (5) Nayiphi na ibhalkhoni ebekwe phezu kweveranda mayibuyiswe umva ubuncinane i-1.2m ukusuka kungqameko lwaloo veranda.
 - (6) Akukho ndawo yebhalkhoni encanyathiselwe kwiveranda enokuphakanyiswa kumphakamo ongaphezu kwemigangatho yokuphakama kwendlu emibini ngaphezu kwenqanaba lendlela yabahambi ngeenyawo ngaphandle kokuba umphezulu waloo bhalkhoni unophahla olwenziwe ngekhonkrithi etyebileyo olwenza umgangatho waphantsi, ungqameko lwentsika enyukayo olunomphakamo ongekho ngaphezu kwemitha enye (1m) luvumelekile kumgangatho ongaphezu kwenqanaba lomgangatho wokunyathela.
 - (7) Akukho donga lwahlula izindlu olunqumla ibhalkhoni ephezu kwendlela kawonkewonke olunokuba nomphakamo ongaphezu kwemitha enye (1) okanye ubudeki be-225mm.
 - (8) Ibhalkhoni ephezu kwendlela kawonkewonke ayikwazi ukuba kukuphela kwendlela ekungenwa ngayo kulo naliphi na igumbi okanye iflethi.

- (9) Akukho mntu unokubeka okanye avumele okanye enze ukuba kubekwe nantoni na kuyo nayiphi na ibhalkhoni ephezu kwendlela kawonkewonke, ngaphandle kwezityalo ezihombisileyo, iitafile, izitya, izithinteli-linga zesityile namalaphu aphokelayo eziverandeni angabekelwanga zibonisi zokuthile okanye iintengiso.
- (10) Ukuba nawuphi na umgangatho wesakhiwo usetyenziselwa ukupaka imoto, akukho festile iphokeleyo ekwelo nqanaba laloo mgangatho enokuphokela phezulu kwayo nayiphi na indlela kawonkewonke ngaphezu kwe-1.35 m zobude obupheleleyo bomphambili wesakhiwo kuloo ndlela.

Iziseko zeentsika, iintsika zangaphandle ezisicaba, iibhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga

6. (1) Akukho siseko sentseka, intsika yangaphandle esicaba okanye olunye uphokelo olungaphaya kongqameko lwesakhiwo olusuka kwinqanaba laphantsi oluvumeleke ukuba luphokele kwindlela kawonkewonke.
- (2) Nayiphi na intsika yangaphandle esicaba, ibhodi ehombisayo esencotsheni yodonga, okanye olunye uphawu lobuchwepheshe bokwakha olububuncinane be-3m phezulu komhlaba ayinakuba ngaphezu kolu phokelo lulandelayo phezulu kwendlela kawonkewonke:
- (a) iintsika zangaphandle ezisicaba; 450mm. Umphakamo ophelileyo womphambili ophakathi weentsika zangaphandle ezisicaba kufuneka ungedluli kwisihlanu eshumini somphambili wesakhiwo yaye iifestile eziphokeleyo zaloo mgangatho wokuphakama kwendlu maziqokwe xa kubalwa owona mphakamo uphezulu ofikelekayo weifestile eziphokelayo;
- (b) uphokelo oluhombisileyo olukwaziyo ukumelana nomlilo okanye iintloko zeentsika zangaphandle eziphezu kweengcango: 600mm ize nayiphi na indawo yayo ingabi nobude obungaphantsi kwe-2,75m ngaphezu kwendlela yeenyawo okanye yabahambi ngeenyawo; yaye
- (c) iibhoda ezihombisayo ezisencotsheni yodonga: 1.05m apho zingekho ngaphezu kwe-10.5m ngaphezu kwendlela yeenyawo okanye yabahambi ngeenyawo, kunye nesinye eshumini yomphakamo ukusuka kwindlela yeenyawo okanye yabahambi ngeenyawo ukuba azikho ngaphezu kwe-10.5m eyona iphakamileyo iyi-1.8m.

Iiveranda ezisizikoneni

7. Ukuba iveranda yakhiwe yajikela ekoneni yendlela kawonkewonke kufuneka zenziwe ngokuva ngokufanelekileyo ukulandela igophe elo okanye ungqameko olo.

Ukuvuleka kweendlela zabahambi ngeenyawo

8. (1) Akukho kuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo makube yeyona ndlela yokufikelela kulo naliphi na igumbi lokugcina izinto zipholile okanye igumbi lokugcina iwayini.
- (2) Akukho kuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo kukuyo nayiphi na indlela kawonkewonke kunokuvuleka ngaphezu kwe-1.2m ngaphaya komda wesakhiwo.
- (3) Apho iindawo ezijingayo (iiflephu) zivumelekileyo ekuvulekeni kweendlela zabahambi ngeenyawo, indawo ejingayo nganye mayingabi ngaphezu kwe-0,75m² endaweni yaye kufuneka ivulekele ngaphezulu, kwakhona, ivulekile injalo, kufuneka ibe neendawo zentsimbi eqinileyo ezehlayo emacaleni kunye neziseko zezo ndawo zisemacaleni.
- (4) Ukuvuleka kweendawo ezijingayo kunokuvulwa kuze kusetyenziselwe iinjongo zokuhlisa nokunyusa iimpahla kuphela yaye kufuneka zigcinwe zivaliwe ngaphandle kwaxa kukho umsebenzi owenziwayo.
- (5) Udonga lwangaphambili okanye udonga olungqamene nongqameko lwendlela yeenyawo ngokuvuleka ngakunye malwakhiwe ngentlama efaneleke ngokwaneleyo ngokwebhunga.
- (6) Makungabikho kuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo okogqunywa ngemiqobo ebekeleleneyo yentsimbi okanye yemicu zentsimbi okanye zoluthi.

ULungiso, ukususwa nokuqeshiswa kophokelo

9. (1) Umnini walo naluphi na uphokelo kufuneka alugcine olo phokelo lukwimeko entle lukwalungiswa
- (2) Nakuphi na ukuvuleka kwendlela yabahambi ngeenyawo, izibane zezi ndlela, iindonga zazo, ngokunjalo neendonga zamagumbi angaphantsi kufuneka zigcinwe zingenakungena manzi ngumnini wazo.

Uphokelo oluphambi kwezakhiwo

10. Ukuba kukho naluphi na uphokelo olwenziwe okanye olwakhiwe phambi kwaso nasiphi na isakhiwo, umnini waso kufuneka, ngeendleko zakhe-
 - (a) ahombise ngezitena okanye amatye yonke indlela yeenyawo okanye indlela yabahambi ngeenyawo ephantsi kolo phokelo okanye ephambi kwesakhiwo evulwe phambi kwaso indlela yabahambi ngeenyawo.

- (b) enze unqameko lwendlela nendlela yokuhamba amanzi esitalato afake nezitena okanye amatye okuhombisa phambi kweso sakhiwo kuyo bonke ububanzi bendlela yeenyawo okanye indlela yabahambi ngeenyawo.

Uphokelo

11. (1) (a) Nawuphi na umntu ofuna ukwenza okanye ukwakha, kuyo okanye phantsi kwayo okanye phezu kwayo nayiphi na indawo kawonkewonke, okanye nayiphi na indawo engasukiyo elawulwa okanye eyekaMasipala, kufuneka afake isicelo kwiGosa loLawulo lweZakhiwo kwifomu ebekelwe loo nto nguMasipala.
- (b) Ukuba, ngokokubona kweGosa loLawulo lweZakhiwo, kufuneka imizobo ukuze kugqitywe eso sivumelwano sophokeolo, loo ntlawulo ibizwayo ngaphezu kwezinye iintlawulo iya kuhlawulwa kuMasipala.
- (2) Umnini walo naluphi na uphokelo okanye into engasukiyo, nokuba kungethuba lokwakha okanye lugqityiwe, endleleni, phantsi kwayo okanye phezu kwayo nayiphi na indlela kawonkewonke, uthathwa njengomqeshi wolo phokelo, yaye, ukuba waziswe ngokubhaliweyo libhunga phantsi kwesandla segosa loLawulo lweZakhiwo, ukuba asuse nakuphi na oko kuphokela okanye loo nto ingasukiyo, kufuneka enze njalo ngethuba elifanelekileyo elibekwe kuloo nothisi.
- (3) Umnini weso sakhiwo, ngokubhekiselele kulo naluphi na uphokelo olukhoyo, okanye olucetywayo-
- (a) kufuneka ahlawule naziphi na iindleko ezenzeke ngokuphathelele kulo naluphi na uphokelo olukhoyo, okanye olucetywayo; yaye
- (b) kufuneka avumele uMasipala ukuba aphakamise, okanye anamathelise uphokelo okanye into engasukiyo okanye nayiphi na into efunekayo ngokubhekiselele kwimisebenzi yombane okanye ezinye izinto ezenziwa nguMasipala.

Ukophulwa komthetho neZohlwayo

12. Nawuphi na umntu-
- (a) owenza okukhabanayo okanye ongaphumeleliyo ukulandela nawuphi na kule migaqo yale miThetho kaMasipala;
- (b) ongaphumeleliyo ukulandela nayiphi na inothisi ekutshwe ngokwale miThetho kaMasipala;

- (c) ongaphumeleliyo ukulandela nawuphi na umyalelo osemthethweni onikwa ngokwale miThetho kaMasipala; okanye
- (d) oxaba endleleni okanye olibazisa nawuphi na ummeli okanye umqeshwa ogunyazisiweyo kaMasipala ekwenzeni imisebenzi yakhe phantsi kwale miThetho kaMasipala,

unetyala lokophula umthetho yaye umele ukugwetywa isohlwayo okanye xa engakwazi ukusihlawula avalelwe entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezintandathu, yaye kwimeko yokwaphulwa komthetho othile okuqhubekayo, aphinde agwetywe isohlwayo esingekho ngaphezu kwe-R50, okanye xa engakwazi ukusihlawula avalelwe entolongweni ithuba elingekho ngaphezu kosuku olunye, ngosuku ngalunye koku kuqhuba kwakhe kokwaphula lo mthetho emva kokukhutshelwa inothisi ebhaliweyo nguMasipala, inikwe loo mntu ukuba angaphindi awophule loo mthetho.

Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala

- 13. Imigaqo yawo nawuphi na uMthetho kaMasipala ngokubhekiselele kuphokelo lwezaKhiwo zikaMasipala iyayekiswa malunga nokujongana kwayo nemiba echatshazelwe kule miThetho kaMasipala.

Isihloko esiFutshane

- 14. Lo Mthetho kaMasipala ubizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yoPhokelo kwezaKhiwo zikaMasipala.

No. 17

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIP'ALA YENKUKUMA NOGUTYULO

IMITHETHO EYILWAYO

IMITHETHO KAMASIPALA YENKUKUMA NOGUTYULO

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loRhulumente waseKhaya: uMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha uMasiPala waseMbizana: imiThetho kaMasipala yeNkukuma noGutyulo evunyiweyo liBhunga likaMasipala.

I-indeksi**Isahluko soku-1****1. Iingcaciso****Isahluko sesi-2****Ukuthuthwa kwenkukuma**

- 2. Inkonzo kaMasipala**
- 3. Inothisi eya kuMasipala**
- 4. Ukunikwa kwemigqomo yenkukuma**
- 5. Ukubekwa kwemigqomo yenkukuma**
- 6. Ukusetyenziswa nokukhathalelwa kwemigqomo neplastikhi zenkukuma**
- 7. Ukupakishwa kwenkukuma**

Isahluko sesi-3**Inkukuma yasegadini, inkukuma enkulu yasegadini nenkukuma enkulu**

- 8. Ukususwa nokulahlwa kwenkukuma yegadi nenkukuma enkulu**
- 9. Inkonzo kaMasipala**

Isahluko sesi-4**Inkukuma yabakhi**

- 10. Uxanduva lwenkukuma yabakhi**
- 11. Imigqomo emikhulu**
- 12. Ukulahlwa kwenkukuma yabakhi**

ISAHLUKO SOKU-1

1. Iingcaciso

Ngokwale miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“iplastikhi yomgqomo” ithetha iplastikhi evunye nguMasipala enokufakwa ngaphakathi kwephanga ibe inokuthwala umthamo ongekho ngaphezu kwe-0,1m³;

“inkukuma yabakhi” ithetha inkukuma eyenziwe zizenzo zokutshatyaliswa, ukwembiwa okanye ukwakhiwa okusendaweni;

“inkukuma enkulu” ithetha inkukuma ethi ngenxa yemo yobunzima, ubukhulu okanye ukungaqheleki kobukhulu bayo ifakwe kwiphanga okanye umgqomo wenkukuma kodwa kufuneka ingaquki inkukuma yabakhi okanye inkukuma eyodwa yasendlwini;

“inkukuma yeshishini” ithetha inkukuma eyenziwe kuso nasiphi na isakhiwo kodwa engasuswa lula ingonakaliswanga iplastikhi yomgqomo, kuquka inkukuma yasegadini kodwa ingaquki inkukuma yabakhi, inkukuma enkulu, inkukuma yasendlwini okanye inkukuma enganyamezelekiyo;

“umgqomo” uthetha umgqomo wenkukuma ovunye nguMasipala nonokunikwa nguMasipala ngexabiso elivunyiweyo, ngamaxabiso ahlawulwayo okanye amaxabiso okuqeshisa;

“indawo yokulahla” ithetha indawo yokulahla inkukuma ndawo leyo iyekaMasipala okanye evunye nguMasipala ukuba isetyenziselwe le njongo;

“inkukuma yasekhaya” ithetha inkukuma edla ngokwenziwa kwiindawo ezihlala abantu nenokususwa ngokulula ngomgqomo okanye ingonakalanga iplastikhi yomgqomo, kuquka inkukuma yasegadini;

“inkukuma yasegadini” ithetha inkukuma eyenzeka ngemisebenzi yasegadini eqhelekileyo kuyo nayiphi na indawo efana nokuchetywa kwengca, amagqabi, izityalo, iintyatyambo, ukhula, ukuchetywa kwemithi, iheji okanye amacingo nezinye izinto ezifana nezo ezincinci nezilula;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elasekwa ngokwecandelo le-12 loRhulumente waseKhaya: uMthetho wamaCandelo ooMasipala (uMthetho we-117 ka-1998), ohlaziyiweyo;

“inkukuma enganyamezelekiyo” ithetha inkukuma ebulalayo, enobungozi, elimazayo okanye enokungcolisa indawo yokuhlala okanye esuka kwinkqubo yokuveliswa kwemveliso okanye ukuhlanjwa kwenzo eza kulahlwa okanye nayiphi enye inkukuma

yomzi-mveliso okanye umgodi, zinto ezo imiThetho kaMasipala yeeDreyini zikaMasipala ethi azinakulahlwa edreyinini okanye esurejini;

“umhlali” uquka umntu ohlala ngqo emhlabeni okanye endaweni kungajongwanga ukuba uhlala ngabuni na okanye apho kuhlala abaqeshi abohlukeneyo nokuba bayazihlalela okanye umntu ngummeli wakhe nawuphi na umntu onelungelo kuloo ndawo okanye onomdla othile;

“umhlali” ngokubhekise kwindawo yokuhlala egcinwe ngokobhaliso lwetayitile yeSahlulo oluvulwe ngokoMthetho weeTayitile zezaHlulo, ka-1995 (uMthetho wama-95 ka-1995), uthetha iqumrhu, njengoko licacisiwe kuMthetho, ngokubhekiselele kuloo ndawo;

“umnini” uquka nawuphi na umntu ofumana irenti okanye iingeniso zawo nawuphi na umhlaba okanye indawo yokuhlala kubo nabaphi na abaqeshi okanye abahlali bayo, okanye oya kufumana irenti okanye ingeniso ukuba loo mhlaba okanye indawo yokuhlala leyo ibinokuqeshiswa, nokuba uyazifumanela okanye ungummeli wakhe nawuphi na umntu obemelwe kukufumana okanye onomdla kuyo;

“indawo kawonkewonke” iquka nayiphi na indlela, isitalato, indlela ecanda phakathi kwezindlu, ibhulorho, indledlana, indlela yabahambi ngeenyawo, indledlana yeenyawo, indlela yeenyawo esecaleni kwendlela, umqolomba, indawo yoluntu, indawo evulekileyo, igadi, ipaki okanye indawo evalekileyo esedolophini;

“ebekiweyo” ithetha ebekwe liBhunga likaMasipala ngesigqibo ngokwale miThetho kaMasipala;

“inkukuma eyodwa yemizi-mveliso” ithetha inkukuma enencindi engqindilili esuka kwinkqubo yokuvelisa iimveliso kanye ukuhlanjwa kwayo nayiphi na into engamanzi elahlwayo yemizi-mveliso, yona ke engenakuchithwa edreyinini okanye esurejini ngokoMthetho wemiGangatho yoKwakha kaZwelonke, ka-1977 (uMthetho we-103 ka-1977), nequka inkukuma enezinto eziyingozi;

“ixabiso leenkonzelo elibizwayo” lithetha ixabiso elibekwa nguMasipala kumaxesha ngamaxesha, ngokwepolisi kaMasipala.

ISAHLUKO SESI-2

UKUSUSWA KWENKUKUMA

INKONZO KAMASIPALA

2. (1) UMasipala unika inkonzo yokuqokelela nokuthutha inkukuma ngamaxabiso abekiweyo okanye ngenkonzo yomrhwebi wabucala.

- (2) Umntu ohlala endaweni eyenza inkukuma kufuneka azenze afumaneke kule nkonzo kaMasipala ukwenzela ukuba kuqokelelwe kuthuthwe loo nkukuma ngaphandle kwaxa kukho ukubekelwa bucala okunikiweyo.
- (3) Umnini wendawo eyenziwa kuyo inkukuma unoxanduva lokuhlawula uMasipala ngazo zonke iintlawulo ezibhekiselele ekuqokelelweni nasekuthuthweni kwaloo nkukuma endaweni leyo.

INOTHISI EYA KUMASIPALA

3. (1) Umnini wendawo, okanye kwimeko yaxa loo ndawo ihlala abantu abangaphezu komnye, umnini waloo ndawo yenza inkukuma kufuneka athi zingedlulanga iintsukue zisixhenxe emva kokuqala kokwenzeka kwaloo nkukuma, azise uMasipala ukuba-
 - (a) loo ndawo inabantu; okanye
 - (b) kukho inkukuma yabakhi, inkukuma enkulu okanye inkukuma yeshishini okanye inkukuma yasekhaya okanye inkukuma enganyamezelekiyo eyenzeka kuloo ndawo.
- (2) Ukuba uMasipala ukhupha umgqomo, loo mgqomo mawungahlawulelwa, okanye ukhutshwe ngexabiso eliqhelekileyo okanye ngexabiso eliqeshisayo, ngaloo ndlela ibekwe nguMasipala.
- (3) Ukuba uMasipala ufuna njalo, umnini wendawo leyo uya kuba noxanduva lokunika inani nohlobo alubekelweyo lwemigqomo.
- (4) Apho uMasipala umgqomo awukhupha ngexabiso eliqeshisayo, loo mgqomo mawuhlale ungokaMasipala aze umnini wendawo leyo ajongane nokuhlawula uMasipala ngokulahleka ukonakala kwaloo mgqomo.

UKUBEKWA KWEMIGQOMO YENKUKUMA

5. (1) Umnini wendawo kufuneka anike isithuba esaneleyo endaweni yakhe ukuze kubekwe imigqomo okanye imigqomo emikhulu njengoko kubekiwe nguMasipala.
- (2) Eso sithuba sinikiweyo ngokwecandelwana (1) kufuneka-
 - (a) sime ngendlela yokuba kukwazeke ukubekwa kwemigqomo okanye imigqomo emikhulu emininzi ingadanga yavela esitalatweni okanye kwindawo kawonkewonke, ngaphandle kokuba uMasipala ugqibe ngenye indlela;

- (b) apho kwenziwa inkukuma yasekhaya kuloo ndawo, kufuneka-
- (i) ime ngendlela eya kuvumela ukuqokelelwa nokuthuthwa kwenkukuma ngabasebenzi bakaMasipala bengaphazanyiswanga nto; yaye
 - (ii) ingabi ngaphezu kwee-20m ukusuka kwisango laloo ndawo elisetyenziswa ngabasebenzi bakaMasipala;
- (c) ubekwe ngendlela eya kuvumela izithuthi zenkukuma zikaMasipala ukuba kube lula ukungena nokuphuma kwazo;
- (d) yanele ukuba ingabeka nawuphi na umgqomo osetyenziswa ekusoteni nasekubekeni loo nkukuma kuthethwe ngayo kwicandelo 6(1)(a)(i) no-7(7) kunye nayiphi na inkukuma engagcinwa emgqomeni kodwa le nto ayingeni kwiimeko apho kungafuneki mvume ngokwamacandelo 6(1)(a)(i) okanye 7(7).
- (3) Umnini wendawo, okanye kwimeko apho loo ndawo ihlala abantu abaninzi, umnini waloo ndawo kufuneka abeke imigqomo enikwa ngokwecandelo 4 kwisithuba esinikiweyo ngokwecandelwana (1) yaye kufuneka ihlaliswe apho ngalo lonke ixesha.
- (4) Ngaphandle kwayo nantoni na echasene noko kukwicandelwana (3)-
- (a) kwimeko yezakhiwo ezakhiweyo kanye isakhiwo esineeplani zesakhiwo eziqale zavunywa phambi kokusebenza kwale miThetho kaMasipala;
 - (b) apho uMasipala, ngokokubona kwakhe, angakwaziyo ukuqokelela athuthe inkukuma kwisithuba esinikiweyo ngokwecandelwana (1); kunye
 - (c) naxa esonqena ukuphazamisa esenza nokuba kube lula ukuqokelela inkukuma,
- (5) Uchonga isithuba esingaphandle kwaloo ndawo apho umgqomo mawubekwe khona ukulungiselela ukuqokelelwa nokuthuthwa kwenkukuma yaye umgqomo mawubekwe kwezo zithuba ngamaxesha oaknye ngamathuba anokubekwa nguMasipala.

**UKUSETYENZISWA NOKUKHATHALELWA KWEMIGQOMO
NEEPLASTIKHI ZENKUKUMA**

6. (1) Wonke umhlali wendawo, okanye kwimeko yendawo ehlala abantu abaninzi, umnini waloo ndawo kufuneka aqiniseke ukuba-

- (a) yonke inkukuma yasekhaya okanye yeshishini eyenzela kuloo ndawo ibekwa igcinwe kwiinkukuma zemigqomo ukwenzela ukuba ithuthwe nguMasipala kodwa oko kuthethwa kweli candelwana akuyi kumnqanda umhlali okanye umnini wendawo-
- (i) oqale wafumana imvume ebhaliweyo kaMasipala ukuba angathengisi okanye alahle nayiphi inkukuma engamanzi, iikhalibhodi ezinamaqoqo, iphepha, iglasi okanye enye into eyinkukuma yeshishini, yokusetyenziswa ngokutsha ngenkqubo yemveliso okanye, kwimeko yenkukuma engamanzi, ukusetyenziswa kwayo; okanye
- (ii) ukuba angasebenzisi loo nkukuma yasekhaya nanjengoko inokufanela ukwenza imanyola (umgquba wokuzenzela), yaye loo nkukuma ihlala kuloo ndawo yaye ayihluphi mntu.
- (b) akukho luthuthu lutshisayo, glasi engogqunywanga okanye enye inkukuma yeshishini okanye yasekhaya enokonakalisa iiplastikhi zomgqomo okanye enokwenzakalisa abasebenzi bakaMasipala xa besenza imisebenzi yabo ngokwale miThetho kaMasipala, eya kufakwa kwiiplastikhi zemigqomo phambi kokuba kuthathwe amanyathelo afanelekileyo okunqanda loo monakalo okanye umenzakalo;
- (c) akukho nto, kuquka nezinto ezingamanzi, ezinokuthi ngenxa yobukhulu bazo okanye ezinye iimpawu zazo, zibe zinokwenza xa zikwezo plastikhi zomgqomo kube nzima ukuba abasebenzi bakaMasipala baziphathe okanye baziphakamise, ziya kufakwa kwezo plastikhi zomgqomo;
- (d) umgqomo omkhulu ngamnye okuloo ndawo uyavalwa, ngaphandle kwaxa inkukuma ifakwa okanye ikhutshwa, yaye umgqomo wenkukuma ngamnye ugcinwa ukwimeko ecocekileyo nenempilo;
- (e) akukho mntu makabeke inkukuma nakuyiphi na enye indawo ngaphandle kwemigqomo ebekelwe loo nto.
- (2) Akukho mgqomo wenkukuma unokusetyenziselwa nayiphi na enye into ngaphandle kokugcina inkukuma yeshishini, yomzi-mveliso okanye yasekhaya yaye akukho mlilo mawulayitwe kuloo mgqomo.
- (3) Iiplastikhi zemigqomo ezimenkukuma mazisuswe nguMasipala kuphela xa ezo plastikhi zemigqomo zibekwe kwiindawo ezichaziweyo, njengoko

kutshiwo kwicandelo 5 loo nto isenziwa ngamathuba anokuwabona efanelekile uMasipala.

- (4) UMasipala akayi kuba naxanduva ngokulahleka okanye nakuphi ukonakala emgqomeni okanye eplastikhini yomgqomo.

UKUBUTYAZWA KWENKUKUMA

7. (1) Ukuba inani lenkukuma yasekhaya okanye yeshishini eyenziwa endaweni inkulu kangangokuba, ngokoluvo lukaMasipala, inxenye eninzi yaloo nkukuma iyabutyazeka okanye ukuba umnini okanye umhlali waloo ndawo angathanda ukuyibutyaza loo nkukuma, loo mnini okanye umhlali, kufuneka-
- (a) asebenzise isixhobo esivunyiweyo esilungiselelwe ukukrazula amaphepha abe yimicu, okanye ukubutyaza inkukuma; aze
- (b) abeke inkukuma leyo yenziwe loo nto kwiphepha leplastikhi elivunyiweyo okanye elinye iphanga elilahlwayo okanye kwinto yokufaka izinto ezibutyaziweyo, kodwa loo nto ithethwe kwicandelo 4 iya kuhlala isebenza kuyo yonke enye inkukuma.
- (2) Umthamo weplastikhi, iphepha okanye enye into elahlwayo ekuthethwe ngayo kwicandelwana (1) kufuneka ungabi ngaphezu kwe-0,1 tyhubhikh mitha (m^3).
- (3) Emva kokuba le nkukuma, yenziwe ngale ndlela icaciswe kwicandelwana (1) ifakwe kwiphepha leplastikhi okanye elinye iphepha elilahlwayo kufuneka ibekwe emgqomeni omkhulu.
- (4) Umnini okanye umhlali, nokuba ngowuphi, kufuneka eze naloo mgqomo mkhulu uchatshazelwe kwicandelwana (1).
- (5) Ukuba lo mgqoma mkhulu kuthethwe ngawo kwicandelwana (1) wenziwe ngentsimbi, loo mgqomo kufuneka emva kokuba uMasipala ethathe konke okungaphakathi kuwo, ubuyiselwe endaweni leyo.
- (6) UMasipala kufuneka akhuphe konke okukule migqomo kuthethwe ngayo kwicandelwana (1) ngaloo mathuba acinga ukuba uMasipala afanelekile kuloo meko.
- (7) Oku kuthethwe ngako kweli candela akufunekanga kunqande nawuphi na umnini okanye umhlali waloo ndawo, nokuba nguwuphi, emva kokuba eqale wafumana imvume ebhaliweyo kaMasipala ukuba angathengisi okanye alahle nayiphi inkukuma engamanzi, ikhalibhodi elinamaqoqo, iphepha, iglasi okanye enye into eyinxalenye yenkukuma yeshishini,

yokusetyenziswa ngokutsha kwinkqubo yokuelisa okanye, kwimeko yenkukuma engamanzi ngeenjongo zomsebenzisi.

ISAHLUKO SESI-3

INKUKUMA ENKULU YASEGADINI NENKUKUMA ENKULU

UKUSUSWA, UKUL AHLWA KWENKUKUMA YASEGADINI NENKUKUMA ENKULU

8. (1) Umhlali okanye, apho indawo ihlala abantu abaninzi, umnini waloo ndawo eyenza inkukuma yasegadini okanye inkukuma enkulu yasegadini kufuneka aqiniseke ukuba loo nkukuma ilahlwa ngendlela yesi Sahluko ngexesha elifanelekileyo emva kokucela kwayo kodwa inkukuma yasegadini inokugcinwa apho endaweni ukwenzela ukwenza umanyola xa ingazi kuphazamisa mntu.
- (2) Ngaphandle kwaloo nto ithethwe kwicandelo 2 (1) nawuphi umntu angayisusa ayilahle inkukuma yasegadini okanye inkukuma enkulu yasegadini okanye enye inkukuma enkulu kodwa imiqathango yecandelo 16 mayilandelwe.
- (3) Inkukuma yasegadini okanye enkulu kufuneka, emva kokuba isuswe kuloo ndawo eyenziwe kuyo, ilahlwe kwindawo ebekwe nguMasipala njengendawo yokulahlala inkukuma enjalo.

INKONZO EYODWA KAMASIPALA

9. (1) Ngesicelo somnini okanye nawuphi na umhlali kuloo ndawo nasemva kokuhlalulwa kwentlawulo yexabiso elibekiweyo, uMasipala kufuneka asuse inkukuma yenkulu yegadi nanye inkukuma enkulu kuloo ndawo, ukuba uMasipala uyakwazi ukwenza oko ngesixhobo sakhe sokuthutha inkukuma.
- (2) Yonke loo nkukuma mayibekwe kwindawo engedlulanga kwii-3m zomda wendawo yokuthuthela, kodwa ingabisindleleni yeenyawo esecaleni.
- (3) UMasipala unokutsho uhloni nobungakanani bemigqomo emayisetyenziselwe ukugcina nokuthutha inkukuma enjalo.

ISAHLUKO SESI-4**INKUKUMA YABAKHI****UXANDUVA LWENKUKUMA YABAKHI**

10. (1) Umnini wendawo eyenziwe kuyo inkukuma yabakhi kufuneka aqiniseke ukuba loo nkukuma ilahlwe kulandelwa icandelo 7 lingaphelanga ixesha elifanelekileyo emva kokuvela kwayo
- (2) Ngaphandle kwaloo nto ithethwe kwicandelo 2(1) nabani na angayenza inkonzo yokuthutha inkukuma, xa uMasipala eyenza le nkonzo kufuneka ayenze ngamaxabiso abekiweyo yaye onko kuthethwe kwicandelo 8 kuya kusebenza kunye notshintsho olufanelekileyo.

IMIGQOMO EMIKHULU

11. (1) Ukuba imigqomo emikhulu okanye eminye imigqomo esetyenziselwa ukuthuthwa kwenkukuma yabakhi, inkukuma enkulu okanye ezinye izinto eziyinkukuma ezisuka kwindawo ekuhlalwa kuyo, ngokokubona kukaMasipala, ayinakugcinwa kule ndawo yokuhlala, loo migqomo mikhulu okanye eminye imigqomo inokuthi ngemvume kaMasipala ibekwe ecaleni kwendlela ithuba elivunyiweyo.
- (2) Nasiphi isivumelwano esinikwe ngokwecandelwana (1) siya kusebenza phantsi kwemiqathango ayibona ifanelekile uMasipala kodwa ekunikeni nasekweleni imvume yakhe okanye ekubekeni imiqathango uMasipala kufuneka ajonge ukungaphazamiseki nokhuseleko loluntu.
- (3) Imvume ebhaliweyo kaMasipala ekuthethwe ngayo kwicandelwana (1) iya kunikwa kuphela xa kuhlawulwe ixabiso lenkonzo lethuba laloo mvume.
- (4) Umgqomo omkhulu ngamnye okanye eminye imigqomo esetyenziselwa ukuthutha inkukuma yabakhi kufuneka-
- (a) ibe negama nedilesi okanye inombolo yomnxeba yomntu olawula loo mgqomo mkhulu ebhalwe ngokucacileyo;
- (b) ifakwe izibonisi ezinemigca ezikhazimlayo ebusika okanye izibonisi ezikhamzimlayo ebusika ekufuneka zenze umgca ngaphambili nangasemva; yaye
- (c) zivalwe ngawo onke amaxesha ngaphandle kwaxa zifumana okanye zikhutshwa inkukuma ukwenzela ukuba okungaphakathi kungachitheki okanye kungabikho thuli luvela kuzo.

UKUL AHLWA KWENKUKUMA YABAKHI

12. (1) Ngokuxhomekeke koko kubekwe kwicandelwana (2), yonke inkukuma yabakhi kufuneka ilahlwe kwiindawo zokulahla inkukuma zikaMasipala.
- (2) Ngenjongo yobuyekezo lomhlaba, inkukuma yabakhi inokuthi, ngemvume ebhaliweyo kaMasipala, ilahlwe kwindawo engeyiyo leyo iyindawo yokulahla inkukuma kaMasipala.
- (3) Nayiphi naimvume enikwe ngokwecandelwana (1) ixhomekeke kuloo miqathango ibonwa ifanelekile nguMasipala, kodwa ekunikeni nasekwaleni loo mvume okanye ekubekeni loo miqathango, uMasipala uya kujonga-
- (a) ukhuseleko loluntu;
- (b) indalo yendawo yokulahla inkukuma ecetywayo;
- (c) ukufaneleka kwaloo ndawo kuquka ukuhamba kwamanzi edreyinini;
- (d) indlela namaxesha alindelekileyo okulahla inkukuma kuloo ndawo yayo;
- (e) ukudibeka (ukulevelisheka) kwendawo leyo;
- (f) ukulawuleka kothuli; kunye
- (g) neminye imiba efana nale.

IS AHLUKO SESI-5**INKUKUMA EYODWA YEMIZI-MVELISO****UKWAZISWA KOKWENZIWA KWENKUKUMA EYODWA YEMIZI-MVELISO**

13. (1) Umntu obandakanyeka kumsebenzi obangela ukuba kwenzeke inkukuma eyodwa yemizi-mveliso makazise uMasipala ukuba inantoni na, ingakanani inkukuma eyenzekayo, igcinwa njani kunye nokuba iza kususwa njani, nini.
- (2) Ukuba uMasipala ufuna njalo, iinkukacha ekuthethwe ngazo kwicandelwana (1) mazikhatshwe luhlalutyo oluqinisekiswa ngusokhemesti oqeqeshiweyo wezorhwebo.

- (3) UMasipala okanye nawuphi umntu ogunyaziswe nguMasipala unokungena endaweni ekuhlalwa kuyo ngalo naliphi na ixesha elifanelekileyo ukuqinisekisa ukuba inkukuma eyodwa yemizi-mveliso yenziwa kuloo ndawo yokuhlala yaye athathe iisampule avavanye nayiphi na inkukuma efunyenwe kuloo ndawo yokuhlala ukuqinisekisa ukuba inantoni na.
- (4) Emva kokuba kwaziswe uMasipala ngokwecandelwana (1), umntu ekuthethwe ngaye kwicandelwana (1) makazise uMasipala ngalo naluphi na utshintsho lwezinto nobungakanani benkukuma eyodwa yomzi-mveliso olwenzekayo.

UKUGCINWA KWENKUKUMA EYODWA YEMIZI-MVELISO

14. (1) Umntu ekuthethwe ngaye kwicandelo 13(1) makaqiniseke ukuba inkukuma eyodwa yemizi-mveliso esendaweni yakhe ibekwa igcinwe ngokwecandelwana (2) ide isuswe kuloo ndawo ngokwecandelo 13.
- (2) Inkukuma eyodwa yemizi-mveliso egcinwe kuloo ndawo mayigcinwe ngendlela yokuba ingaphazamisi okanye ingcolise indalo.
- (3) Ukuba inkukuma eyodwa yemizi-mveliso ayigcinwa ngokwecandelwana (2) kuloo ndawo yenziwa kuyo, uMasipala unokuyalela umnini waloo ndawo kunye nomntu ekuthethwe ngaye kwicandelo 11(1) ukuba basuse loo nkukuma kwixesha elifanelekileyo yaye, ukuba emva koko loo nkukuma ayisuswanga lingaphelanga elo xesha, uMasipala unokuyisusa ngokwakhe ngekhontrakhi ngendleko zomnini-ndawo.

UKUTHUTHWA KWENKUKUMA EYODWA YEMIZI-MVELISO

15. (1) Akukho mntu makathuthe inkukuma eyodwa yemizi-mveliso kwindawo eyenziwe kuyo engakhange afumane mvume ibhaliweyo kuMasipala.
- (2) UMasipala unokuyinika imvume yakhe ngokwecandelwana (1), ngokuxhomekeke kuloo miqathango ayibona ifanelekile.
- (3) Ebekeni kwakhe imiqathango uMasipala kufuneka ajonge-
 - (a) ukuba inantoni na loo kukuma iyodwa yemizi-mveliso;
 - (b) ukufaneleka kwesithuthi nomgqomo omkhulu oza kusetyenziswa;
 - (c) indawo eza kulahlwa kuyo inkukuma; kunye
 - (d) nobungqina boko kulahlwa obuya kunikwa uMasipala.

- (4) UMasipala makangayiniki imvume ngokwecandelwana (1), ngaphandle kokuba wanelisekile ukuba umntu ofaka isicelo saloo mvume uyawazi umsebenzi wakhe yaye unesixhobo sokuyithutha loo nkukuma iyodwa yemizi-mveliso nokulanela imiqathango ebekwe nguMasipala.
- (5) Umntu ekuthethwe ngaye kwicandelo 11(1) makazise uMasipala, ngaloo mathuba abekwe nguMasipala, ethathela ingqalelo iinkcukacha ezifanele ukunikwa uMasipala ngokwecandelo 11(1), ngokuthuthwa kwenkukuma eyodwa yemizi-mveliso, ubunjani beso sixhobo siza kuyithutha, umhla wolo thutho, ubungakanani nokuba yintoni na loo nkukuma iyodwa yemizi-mveliso iza kuthuthwa.
- (6) Ukuba kukho nawuphi na umntu owenza okuchasene noko kubhalwe kweli candela, loo mntu makazise ngaloo nkukuma ithuthwe nguye ngokwemigaqo kaMasipala.

ISAPHLUKO SESI-6

IINDAWO ZOKULAHLA

INDLELA YOKUZIPHATHA KWIINDAWO ZOKULAHLA

16. (1) Nawuphi umntu othi, ngenjongo yokulahla inkukuma, angene kwindawo yokulahla elawulwa nguMasipala, kufuneka-
 - (a) angene kuloo ndawo yokulahla kwindawo yokungena egunyazisiweyo kuphela;
 - (b) anike uMasipala zonke iinkcukacha ezifunekayo malunga nokuba loo nkukuma inantoni na; aze
 - (c) alandele yonke imiyalelo ayinikiweyo ngokokufikelela kuloo ndawo yokulahla, indawo kunye nendlela ekufuneka ilahlwe ngayo inkukuma.
- (2) Akukho mntu makeze notywala obunxilisayo kwindawo yokulahla inkukuma elawulwa nguMasipala.
- (3) Akukho mntu makangene kwindawo yokulahla inkukuma elawulwa nguMasipala ngayo nawuphi enye injongo ngaphandle kokulahla inkukuma ngokwale miThetho kaMasipala yaye oko akwenze ngokwamaxesha anokuthi abekwe nguMasipala.
- (4) Akukho mntu makatshise nantoni na kwindawo yokulahla inkukuma elawulwa nguMasipala.

UBUNINI BENKUKUMA

17. (1) Yonke inkukuma ethuthwa nguMasipala, nayo yonke inkukuma ekwiindawo zokulahla inkukuma ezilawulwa nguMasipala yekaMasipala yaye akukho mntu unokususa okanye aphazamisane nayo ngaphandle kokugunyaziswa nguMasipala.
- (2) Yinkukuma eyenziwa kwiindawo eziphantsi kolawulo lukaMasipala kuphela enokulahlwa kwiindawo zokulahla inkukuma zikaMasipala kodwa ke invume ebhaliweyo ingakhutshwa ligosa likaMasipala eligunyazisiweyo ngokubhekiselele kumaziko angaphandle kolawulo lukaMasipala.

ISAPHLUKO SESI-7**UKUNGCOLISA NGENKUKUMA, UKULAHLA NJE NEMIBA ENCEDISAYO****UKUNGCOLISA NGENKUKUMA**

18. (1) Akukho mntu ekufuneka-
- (a) ukuba alahle, awise, abeke okanye achithe nayiphi na inkukuma kuyo nayiphi na indawo yoluntu, isitendi esingenanto, isiza esingenanto, umjelo okanye indlela yamanzi.
- (b) Atshayelele nayiphi na inkukuma kwindlela ehamba amanzi esitalato kwindawo kawonkewonke; okanye
- (c) Avumele nawuphi na umntu ophantsi kolawulo lwakhe ukuba enze naziphi ezi zenzo kuthethwe ngazo kwimihlathi (a) no-(b).
- (2) Ngokweli candelo umntu uthathwa njengozivumileyo ezi zenzo zibekwe kwicandelwana (1) kubantu abaphantsi kolawulo lwakhe, ngaphandle kokuba kukho ubungqina obukhabana noko.

UKULAHLA NJE

19. (1) Ngokubhekiselele kuyo nantoni na echasene nokukule miThetho kaMasipala, akukho mntu unokushiya nantoni na okanye avumele nantoni na ephantsi kolawulo lwakhe ishiywe kwindawo apho into enjalo ibiziswe ngenjongo yokulahlwa.
- (2) Kwakuba kubonakalisiwe ukuba loo mntu ushiye into okanye uvumele ukuba ishiywe endaweni engeyoyakhe nangengomhlali wayo, uthathwa

njengowenze okuphambene noko kukwicandelwana (1), ngaphandle kokuba ude wabonisa enye into engaphaya.

- (3) Nawuphi na umntu owophula oko kukwicandelwana (1) unetyala lokophula umthetho yaye ujongene nokugwetywa isigwebo okanye avalelwe entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezili-12 okanye kokubini, eso sigwebo noko kuvalelwa entolongweni.

IZINTO EZILAHLIWEYO

20. Nantoni na, ngaphandle kwesithuthi, ithathwa njengelahliweyo, ngokubhekiselele-

- (a) kwindawo efunyenwe kuyo;
- (b) kwithuba ehleli ngalo kuloo ndawo; kunye
- (c) nendlela nemeko yaloo nto.

xa kukho izizathu zokuba uMasipala ayithathe njengelahliweyo, uMasipala unokuyisusa aze ayilahle ngaloo ndlela ayibona ifanelekile.

UMTHWALO WOMNTU EMALUNGA NAYE LOO NTO

21. (1) Apho nantoni na iye yasuswa yaza yalahlwa nguMasipala ngokwecandelo 20, umntu emalunga naye unoxanduva lokuhlawula uMasipala intlawulo yexabiso lenkonzo ngokubhekiselele koko kususwa nokulahlwa kwayo.
- (2) Ngokweli candelwana (1) loo mntu kufuneka abe-
- (a) ngumnini waloo nto, yaye kuquka nawuphi na umntu onegunya lokuba nento kuba eyikwelite evenkileni ngesivumelwano setyala okanye ngesivumelwano sokubolekwa ngethuba eyayilahlwe ngalo okanye ibekwe kwindawo esuswe kuyo nguMasipala ngaphandle kokuba angabonsia ukuba ibingeloxanduva lwakhe yaye ubengazi nto ngokulahlwa okanye ukubekwa kwayo kuloo ndawo; okanye
 - (b) nawuphi na umntu oyibeke kuloo ndawo; okanye
 - (c) nawuphi na umntu oyivumeleyo esazi ukuba iza kubekwa kuloo ndawo.

ISAHLUKO SESI-8**IMIGAQO GABALALA****UKUNGENA KWIINDAWO EZIHLALA ABANTU**

22. (1) Apho uMasipala kufuneka enike inkonzo yokuqokelela inkukuma, umntu ohlala kuloo ndawo kufuneka-
- (a) avumele uMasipala angene kuloo ndawo ngenjongo yokuqokelela nokuthutha inkukuma; kunye
- (b) nokuqinisekisa ukuba akukho nto iphazamisa, isokolisa okanye inqanda uMasipala ekwenzeni inkonzo yakhe.
- (2) Apho uMasipala abona ngathi ukuqokelelwa okanye ukuthuthwa kwenkukuma kuyo nayiphi na indawo kunokuyonakalisa loo ndawo okanye izinto zikaMasipala, okanye kubangele ukwenzakala kubaqokeleli benkukuma okanye nawuphi na omnye umntu, njengomqathango wenkonzo yokuthutha inkukuma kuloo ndawo icaciswayo, uMasipala unokufuna ukuba umnini okanye loo mntu uhlala apho enze ukhuselo olubhaliweyo ngawo nawuphi na umonakalo okanye ukulimala okanye nawaphi na amabango avela kuyo nayiphi kwezi.

UKWANDA KWENKUKUMA

23. Xa naluphi uhlobo lwenkukuma ecaciswe kwiSahluko soku-1 sale miThetho kaMasipala, isanda kwindawo ethile ngendlela ephatha kakubi abanye okanye ngendlela eyenza ukuba ibe nokuphatha kakubi abanye, uMasipala unokwenza uthutho olulodwa lwaloo nkukuma aze umnini wendawo abe noxanduva lolo thutho lulodwa kufuneke ahlawule intlawulo yexabiso lenkonzo leyo.

IINTLAWULO

24. (1) Ngaphandle kwalapho kubhalwe khona kule miThetho kaMasipala, umntu owenzelwe nguMasipala nayiphi kwezi nkonzo zixelwe kule miThetho kaMasipala unoxanduva lokuhlawula uMasipala intlawulo lexabiso elibekiweyo laloo nkonzo.
- (2) Iinkonzo ezinikwa nguMasipala ngokubhekiselele kwintlawulo yeenkonzo ebekelwe ukuhlawulwa ngenyanga, kufuneka iyekiswe nguMasipala kuphela xa efumene isaziso esibhaliweyo esisuka kumnini wendawo okanye loo mntu uhlala kuloo ndawo ibinikwa ezo nkonzo ukuba ukwenziwa kwenkukuma yasekhaya okanye yeshishini kuyekiwe okanye xa kuye kwacaca kuMasipala ukuba kuyekiwe ukwenziwa kwenkukuma kuloo ndawo.

- (3) Iintlawulo zexabiso leenkonzozo zenyanga lihlawula de uMasipala afumana inothisi exelwe kwicandelwana (2) okanye uMasipala acacelwe ukuba kuyekiwe ukwenziwa kwenkukuma kuloo ndawo.
- (4) UMasipala makabe nelungelo ngalo naliphi na ixesha lokutsala iintlawulo zexabiso leenkonzozo ngeenkonzozo ezinikwe nayiphi na indawo ngokwale miThetho kaMasipala, nangona uMasipala engafumananga sicelo sisuka kumini okanye umhlali waloo ndawo sokunika ezo nkonzozo.

AMATYALA NEZOHLWAYO

25. (1) Nawuphi na umntu cwaphula okanye ongalandeliyo nawuphi umgaqo okule miThetho kaMasipala unetyala lokophula umthetho yaye ujongene nokugwetywa isigwebo okanye ukuvalelwa entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezili-12 okanye kokubini isigwebo nokuvalelwa entolongweni.
- (2) Kwimeko yokophulwa komthetho okuqhubekayo nawuphi na umntu owaphula okanye ongalandeliyo nawuphi umgaqo okule miThetho kaMasipala, unetyala lolunye ulwaphulo-mthetho ngethuba ngalinye leeyure ezingama-24 okanye inxenye yelo thuba oluthe lwaqhubeka ngalo ulwaphulo-mthetho olo, yaye ujongene noko kubekwe kwicandelwana (1) ngokubhekiselele kuwaphulo-mthetho ngalunye.

UKUYEKISWA KWALE MITHETHO KAMASIPALA

26. (1) Nayiphi imiThetho kaMasipala esebenza kwindawo elawulwa nguMasipala nejongene nomxholo othile wale miThetho kaMasipala, iyayekiswa ngenxa yokuba ingquzulana nemigaqo yale miThetho kaMasipala.
- (2) Ukuyekiswa kwemiThetho kaMasipala esele ikho, ngendlela ebekwe kwicandelwana (1) kuqala ukusukela ngomhla wokubhengezwa kwale miThetho kaMasipala.

ISIHLOKO ESIFUTSHANE NOKUQALISA KWAYO

27. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yeNkukuma noGutyulo yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla obekwe liBhunga likaMasipala.

No. 18

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEENDAWO
ZOKUZONWABISA ZOLUNTU**

IMITHETHO YOYILO LOKU-1

UMTHETHO KAMASIPALA WEENDAWO ZOKUZONWABISA ZOLUNTU

Ngokwecandelo 156(2) leBhunga leRhiphablikhi yoMzantsi Afrika, ka-1996, uMthetho weeNdlela zokwenza zikaMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-2000 kunye noMthetho wamaCandelo kaMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-1998, iBhunga loMasipala waseMbizana lenze le miThetho kaMasipala icaciswe apha ngezantsi.

1. Iingcaciso

Kulo Mthetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“iBhunga” lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana yaye liquka uSodolophu, amaLungu esiGqeba ezoPolotiko, imiButho yezoPolitiko, abaPhathi booMasipala nalo naliphi na elinye igosa elinikwe amagunya ngokwecandelo 59 loMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala: uRhulumente waseKhaya (umthetho wama-32 ka-2000);

“isaziso” sithetha isaziso esisemthethweni esicacileyo nesibhalwe kakuhle sibhalwa liBhunga ngesiNgesi nesiXhosa nesixhonywe ngokomyalelo weBhunga kuwo onke amasango endawo etsala umdla wabantu okanye kwindawo eluncedo yoluntu neliya kuthi iBhunga lenze unakonako libonisa ngendlela eliyivumileyo ngokwalo Mthetho kaMasipala;

“indawo yokuzonwabisa yoluntu” ithetha

- (a) nawuphi umhlaba, indawo evulekileyo, indawo yokukhempisha, indawo yokuqubha, ithala loluntu, indawo yolonwabo, ithala lendalo, indawo yezilwanyana, indawo yezityalo okanye enye nje igadi, ipaki okanye indawo yokuhambela ukuzonwabisa, kuquka nayiphi indawana kunye nayiphi indawo okanye isixhobo soko, kodwa kungaquki indlela kawonkewonke okanye isitalato;
- (b) nasiphi isakhiwo, into eyakhiweyo, iholo okanye iofisi kuquka nayiphi inxenye yazo nelawulwa okanye erentiswa okanye eyeyeBhunga olukwaziyo ukuyisebenzisa uluntu gabalala, nokuba luhlawula imali yokungena na okanye hayi;
- (c) yaye nayiphi indawo yokuzonwabisa yoluntu ekuthethwe ngayo kwimihlathi (a) no-(b), ukuba ilawulwa ngokusemthethweni ikwaphethwe ngokwesivumelwano esenziwe ngumntu ongelilo iBhunga;

2. Elona nani likhulu labatyeleli

- (1) IBhunga linokubeka elona nani liphezulu labatyeleli abanokubakho ngexesha elithile kwindawo yokuzonwabisa yoluntu, kodwa amanani ohlukeneyo anokuqingqelwa iindawo ezahlukeneyo zokuzonwabisa zoluntu.

- (2) Eli nani kubhekiswa kulo kwicandelwana (1) iBhunga lilazisa ngohlobo lwesaziso.

3. Ukungeniswa nokuhlala kwiindawo zokuzonwabisa zoluntu

- (1) Indawo eluncedo yoluntu, ngokuxhomekeke koko kukule miThetho kaMasipala, ivulelekile kuluntu ngamaxesha abekwe liBhunga elo, kodwa amaxesha ahlukeneyo anokubekelwa iindawo zokuzonwabisa zoluntu.
- (2) Akukho mtyeleli ekufuneka angene okanye aphume kwindawo yokuzonwabisa yoluntu kuyo nayiphi na enye indawo ngaphandle kwaleyo ilungiselelwe loo nto.
- (3) Amaxesha neendawo ezibekwe kwicandelwana (1) no-(2) mazaziswe liBhunga elo ngohlobo lwesaziso.

4. Iimali zokungena

- (1) Umtyeleli wendawo yokuzonwabisa yoluntu makahlawule imali yokungena ebekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha, yaye loo mali yokungena mayaziswe ngohlobo lwesaziso.
- (2) Iimali zokungena ezahlukeneyo zinokubekwa ngokwabatyeleli bobudala obahlukeneyo.

5. Ukumosha

Akukho mntu ekufuneka enze okanye avumele ukwenziwa kwaso nasiphi kwezi zenzo kwindawo yokuzonwabisa yoluntu-

- (a) ukusetyenziswa kolwimi okanye ukwenziwa kwaso nasiphi na esinye isenzo ngenjongo yokuphazamisa uxolo;
- (b) ukudubula ngezibham, izibham zasemoyeni, iipistoli, iikhrikhethi okanye asebenzise izilingi zokudubula;
- (c) ukutshiswa kwezinto ezonakeleyo okanye inkukuma;
- (d) ukubangela amavumba amabi nangonwabisiyo;
- (e) ukuvelisa umsi ophazamisayo; okanye
- (f) ukubangela uphazamiseko ngokulwa, ukuthethela phezulu, ukuxabana, ukucula okanye ukudlala izixhobo zomculo, okanye izixhobo ezinjalo.

6. Imiba yezempilo

Akukho mntu ekufuneka kwindawo yokuzonwabisa yoluntu-

- (a) alahle, awise okanye abeke nayiphi na inkukuma, izinto ezonakeleyo, imathiriyeli okanye nayiphi into okanye avumele ukuba kwenziwe loo nto, ngaphandle kokuba loo nto yenziwa kumgqomo obekelwe loo nto kwindawo yokuzonwabisa yoluntu;
- (b) angcolise nangayiphi na indlela amanzi asebhafini, edamini lokuqubha, edamini, indawo yamanzi, umlambo okanye indlela ehamba amanzi;
- (c) angene kuyo nayiphi ibhafu okanye idama lokuqubha enesifo esosulelayo okanye esisasazekayo okanye enesilonda esingogqunywanga emzimbeni wakhe;
- (d) enze nasiphi isenzo esinokubeka esichengeni impilo yakhe nawuphi omnye umtyeleli kwindawo yokuzonwabisa yoluntu.

7. Izinto ezakhiwayo

Akukho mntu ekufuneka athi, ngaphandle kokuqala afumane imvume ebhaliweyo yeBhunga, aphakamise okanye aqale kwindawo yokuzonwabisa yoluntu nayiphi na into eyakhiweyo, indawo yokusithela okanye nantoni na enye, ngaphandle kwekharaveni okanye intente ebekelwe iinjongo zokuhempisha kwisiza esibekelwe bucala sabhalwa lo onto, kodwa kufuneka kufakwe isicelo saloo mvume kwiBhunga ngefomu elungiselelwe loo nto, ubuncinane iintsuku ezingama-21 phambi kokubekwa kwayo.

8. Utywala nokutya

- (1) Akukho mntu ekufuneka azise nayiphi na into eneakhoholi okanye nabuphi na utywala okanye nakuphi na ukutya kwalo naluphi na uhlobo, ngokuchasene noko kubhalwe kwisaziso.
- (2) Ngokuxhomekeke koko kubhalwe kwicandelwana (1)-
 - (a) akukho mntu ekufuneka athi kwindawo yokuzonwabisa yoluntu, enze ngokukhabana nesaziso, apheke okanye alungise ukutya kwalo naluphi na uhlobo, ngaphandle kwakwiindawo ezibekelwe bucala ukuze kwenziwe loo nto zaza zabhalwa isaziso.
 - (b) Kodwa ukulungiswa nokuphekwa kokutya kwindawo yokuzonwabisa yoluntu makwenziwe ngendlela ecocekileyo nesempilweni ukuze kungakhuphi umsi omninzi okanye uphazamiseko okanye kubangele ubungozi empilweni; yaye

- (c) Akukho zilwanyana ziphilayo, iintaka neenkukhu okanye intlanzi ezinokubulawa okanye zithalelwe kwindawo yokuzonwabisa yoluntu.

9. Izilwanyana

- (1) Akukho mntu unokuza nesilwanyana, intake, intlanzi okanye inkukhu ephilayo kwindawo yokuzonwabisa yoluntu ngaphandle kokuba ufumene indlela kwiBhunga, kodwa kukho iindlela ezahlukeneyo ezibekwa ngokweendawo zokuzonwabisa zoluntu ezohlukeneyo kunye nezilwanyana, iintaka, iintlanzi neenkukhu ezahlukeneyo.
- (2) Indlela ekuthethwe ngayo kwicandelwana (1) mayaziswe ngesaziso.

10. Ukuma ngokungenanjongo

Akukho mntu ophila ubomi bokuzulazula ngokungenanjongo okanye ongenamvume isemthethweni yegwiba lokhuseleko okanye umntu ophila impilo yobuvila, yokuziphatha kakubi okanye oziphethe ngendlela engamkelekanga okanye odla ngokulala esitalatweni, kwindawo yoluntu okanye kwindawo yabucala okanye othanda ukucela imali okanye ukutya okanye okhuthaza abanye ukuba bamcelele imali okanye ukutya, onokuzulazula okanye eme nje kwindawo yokuzonwabisa kawonkewonke.

11. Iindibano nemingcelele

- (1) Akukho mntu onokuthi ngaphandle kwemvume yeBhunga, okanye ngokuchasene nayo nayiphi imiqathango ebekwe liBhunga xa likhupha loo mvume, onokuthi kwindawo yokuzonwabisa yoluntu-
- (a) alungiselele, enze okanye aye kuso nasiphi isenzo sokonwabisa uluntu;
 - (b) aqokelele imali okanye naziphi na izinto aziqokelelela iimbedlenge okanye nayiphi na enye injongo eziqokelela ebantwini gabalala;
 - (c) abonise okanye asasaze nawaphi na amaphetshana, iiplakhadi, imizobo, iincwadi, iiflaya okanye nawuphi na omnye umsebenzi oprintiweyo, obhaliweyo okanye ozotyweyo;
 - (d) alungiselele, abambe, athethe okanye aye nakuyiphi na intlanganiso;
 - (e) alungiselele, abambe okanye aye kuyo nayiphi na indibano okanye umngcelele, umboniso okanye umdlalo;

- (f) enze naluhpi na urhwebo, umsebenzi okanye ushishino;
 - (g) abonise, athengise okanye aqeshise okanye enze intetho yokuthengisa okanye ukuqeshisa nayiphi na into okanye izinto;
 - (h) abambe okanye aye kuyo nayiphi na intengiso yefandesi; okanye
 - (i) achazele abantu izinto eziza kwenzeka ebomini babo eza kuhlawulwa.
- (2) Ngenjongo yale miThetho kaMasipala "indibano okanye umngcelele woluntu" uthetha umngcelele okanye indibano yabantu abali-12 nangaphezulu.
- (3) Imvume ekubhekiswa kuyo kwicandelo (1), inokwaliwa liBhunga ukuba licinga ukuba-
- (a) ingakhokelela-
 - (i) kuqhushululu loluntu;
 - (ii) kuphazamiso loxolo loluntu; okanye
 - (iii) ukophulwa komthetho;
 - (b) ingabeka emngciphekweni uluntu okanye abasebenzisi okanye abatyeleli bendawo yokuzonwabisa yoluntu; okanye
 - (c) inganobungozi kwindawo yokuzonwabisa yoluntu.
- (4) Nawuphi umntu ofuna imvume ebhaliweyo yeBhunga ngaso nasiphi na isenzo ekuthethwe ngaso kwicandelwana (1), makafake isicelo esibhaliweyo kwiBhunga kubuncinane beentsuku ezingama-21 phambi kweso senzo kwifomu elungiselelwe oko, ngokuxhomekeke ekubeni iBhunga linokuthi, kodwa linganyanzelekanga, lijonge eso sicelo esifunyenwe kwiintsuku ezingaphantsi kwezingama-21 phambi kwalco mcimbi.

12. Ukhuseleko nocwangco

- (1) Akukho mntu oya kuthi, ngokubhekiselele kwicandelwana (2), kwindawo yokuzonwabisa yoluntu-
- (a) onakalise okanye amoshe nantoni na ekuloo ndawo yokuzonwabisa;

- (b) asebenzise okanye alinge ukusebenzisa nantoni na ekuloo ndawo yokuzonwabisa ngayo nayiphi na enye indlela engeyiyo leyo ilungiselelwe yona nebhalwe kwisaziso;
- (c) alayite umlilo okanye oje inyama, ngaphandle kwakwindawo elungiselelwe oko nebhalwe ngesaziso
- (d) alahle nantoni na etshayo okanye eqhumayo;
- (e) ajule okanye aqengqe naliphi na ilitye elikhulu, ilitye okanye into esuka nakuyiphi intaba, intatyana, induli okanye iliwa;
- (f) atsale, axhuthe okanye onakalise nawuphi umthi, isityalo, ityholo, ihlathana okanye intyatyambo;
- (g) aziphathe ngendlela engafanelekanga, engenasidima, yokungaphatheki, yobundlobongela okanye engafunekiyo;
- (h) abangele uphazamiseko;
- (i) ahlambe, apolishe okanye alungise isithuthi: Kodwa ke le nto ayiyi kusebenza kulungiso olungxamisekileyo lwesithuthi;
- (j) ahambe, eme, ahlale okanye alale kwindawo yeentyatyambo;
- (k) abulale, alimaze, alandele, aphazamise, aphaathe kakubi okanye abambise nasiphi isilwanyana, intaka okanye intlanzi okanye asuse, aphazamise, atshabalalise okanye asuse naziphi na iindlwana okanye amaqanda entaka;
- (l) ahambe, eme, ahlale okanye alale engceni esaphula oko kubhalwe kwisaziso;
- (m) alale esitulweni eside okanye kwindawo yokuhlala okanye ayisebenzise ngendlela eya kwenza ukuba abanye abantu abayisebenzisayo okanye abebenokuyisebenzisa bafumane ubunzima ekuyisebenziseni;
- (n) adlale okanye ahlale kwisixhobo sokudlala sepaka, ngaphandle kokuba loo mntu ngumntwana ongaphantsi kweminyaka eli-13; okanye
- (o) aqubhe, ahambe okanye adlale kwindawo yeentlanzi, emthonjeni, kumanzi abalekayo okanye kwidanyana esaphula oko kubhalwe kwisaziso.

- (2) IBhunga linokuthi ngendlela yesaziso nangokuxhomekeke kuloo miqathango ibonwa ifanelekile liBhunga nebhawle kwisaziso ligunyazise nayiphi kwezi zenzo zichazwe kwicandelwana (1).

13. Amanzi

Akukho mntu unokusebenzisa ngokungafanelekanga, angcolise nawuphi na umthombo wamanzi okanye unikezelo lwamanzi okanye amanzi angcolileyo kuyo nayiphi indawo yokuzonwabisa yoluntu.

14. Ukuhlanjwa kwempahla nezitya

Akukho mntu unokuhlamba naziphi izitya okanye impahla okanye axhome iimpahla kwindawo yokuzonwabisa yoluntu, ngaphandle kwakwiindawo ezibekelwe loo nto ngesaziso.

15. Izithuthi

- (1) Akukho mntu unokuza kwindawo yokuzonwabisa yoluntu nayo nayiphi na itrakhi, ibhasi, imoto, isithuthuthu, itrayisekile, ibhayisekile okanye nasiphi na esinye isithuthi okanye into ebhabhayo, nokuba iqhutywa ngenjini, ngesilwanyana, ngokwendalo okanye ngamandla omntu, ngaphandle kwangendlela ebekwe lelo Bhunga, kodwa iindlela ezahlukeneyo zingabekwa kwiindawo zokuzonwabisa ezahlukeneyo zoluntu kukwalungiselelwa izithuthi okanye into ebhabhayo.
- (2) IBhunga linokubeka esona santya siphezulu esisebenzayo kwindawo yokuzonwabisa yoluntu, kodwa ke kunokubekwa izantya eziphezulu ezahlukeneyo kwiindawo zokuzonwabisa ezahlukeneyo kubekelwa izithuthi nezinto ezibhabhayo ezahlukeneyo.
- (3) Indlela ekuthethwa ngayo kwicandelwana (1) kunye nesantya esiphezulu ekuthethwe ngaso kwicandelwana (2) mazaziswe liBhunga ngohlobo lwesaziso.

16. Imidlalo

Akukho mdlalo walo naluphi na uhlobo onokudlalwa okanye wenziwe kwindawo yokuzonwabisa yoluntu nguye nawuphi na umntu okanye abantu ngaphandle kwakwiindawo ezibekelwe loo nto zaza zabhalwa isaziso ngokwendlela ebekwe liBhunga eyaziswa ngesaziso.

17. Ukuziphatha ngendlela engafanelekanga okanye engamkelekanga

Akukho mntu unokuthi kwindawo yokuzonwabisa yoluntu-

- (a) enze isenzo esingafanelekanga okanye aziphathe ngendlela engafanelekanga ngokuziveza okanye enye indlela, okanye enze iintshukumo ezingafanelekanga okanye abangele okanye anyanzele omnye umntu ukuba enze isenzo esiphazamisayo okanye esingafanelekanga;
- (b) asebenzise ulwimi olungasetyenziswayo, oluthukayo okanye olungafanelekanga;
- (c) abhale, apeyinte, azobe okanye enze nangayiphi na indlela umzobo omdaka nongafanelekanga, umbhalo okanye umzobo wento ethile;
- (d) azithume, achame okanye akhulule, ngaphandle kwakwisakhiwo okanye indawo ebekelwe okanye elungiselelwe loo nto ngokubhalwa kwesaziso ukuba kungenwe okanye kusetyenziswe izindlu zangasese ezilungiselelwe okanye ezibekelwe isaziso ukuba zezabantu abanezini ezahlukileyo.

18. Ukunxiba

Abatyeleli okanye abasebenzisi bendawo yokuzonwabisa yoluntu kufuneka ngalo lonke ixesha banxibe ngokundilisekileyo esidlangalaleni.

19. Amagunya omntu olawulayo

UMphathi kaMasipala, uMphathi weeNkonzo zoRhwebo okanye umntu oqeshwe liBhunga ukuba alawule indawo yokuzonwabisa yoluntu unokuthi-

- (a) angene ngalo naliphi ixesha kuyo nayiphi indawo, umhlaba, indawo yokuhlala okanye isakhiwo aze enze uphando olwenzelwa ukujonga ukuba oko kukule miThetho kaMasipala kuyalandelwa; yaye
- (b) ukwenzela ukusebenzisa naliphi na igunya okanye ukwenza nawuphi na umsebenzi awunikiweyo, eze nomnye umntu oya kuthi, ngelixa alandela umyalelo osemthethweni waloo mntu uphetheyo, abe namagunya afanayo nemisebenzi yaloo mntu unamagunya.

20. Ukwaphulwa komthetho nezohlwayo

Nawuphi na umntu othi –

- (a) aphazamisane okanye angalandeli nayiphi into ekule miThetho kaMasipala;
- (b) angalandeli nasiphi isaziso esikhutshwe ngokwale miThetho kaMasipala;
- (c) angalandeli nawuphi umyalelo osemthethweni onikwe ngokwale miThetho kaMasipala; okanye
- (d) ophazamisa okanye olibazisa naliphi igosa eligunyazisiweyo ekwenzeni imisebenzi yalo phantsi kwale miThetho kaMasipala,

unetyala lokophula umthetho yaye ujongene nokugwetywa okanye xa engasihlawuli eso sigwebo ajongane nokuvalelwa entolongweni.

21. Ukuyekiswa kwayo

- (1) Nayiphi imiThetho kaMasipala esebenzayo kwindawo ephantsi kolawulo lukaMasipala ngokubhekiselele kumxholo ukule Mithetho kaMasipala, iyayekiswa ngokokukhabana kwayo noko kukule miThetho kaMasipala.
- (2) Ukuyekiswa kwemiThetho kaMasipala ekhoyo kuya kuqala ngomhla wokubhengezwa kwale miThetho kaMasipala.

22. IsiHloko esiFutshane nokuqala kwayo

- (1) Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yeeNdawo zokuzoNwabisa zoLuntu yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye imihla ebekwe liBhunga likaMasipala ize ipapashwe kwigazethi yephondo.
- (2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokusebenza kwayo kwiindawo ezahlukeneyo.

No. 19

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YAMADAMA
OKUQUBHA NEEBHAFU ZOKUPHULULA
UMZIMBA UTSHO UKHULULEKE**

IMITHETHO YOYILO LOKU-1

**IMITHETHO KAMASIPALA YAMADAMA OKUQUBHA NEEBHAFU
ZOKUPHULULA UMZIMBA UTSHO UKHULULEKE**

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loMthetho weeNdlela zokwenza zikaMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa kunye necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yamaDama okuQubha neeBhafu zokuPhulula uMzimba utsho uKhululeke: kaMasipala waseMbizana evunywe liBhunga likaMasipala.

Icandelo	I-indeksi
1.	Iingcaciso
2.	Okufunekayo kuloo ndawo
3.	Imisebenzi yomgcini wendawo yeBhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke
4.	Imisebenzi yomgcini wedama lokuqubha
5.	Unikezelo lwamanzi
6.	Ukhuseleko lwamanzi
7.	Ukunqandwa kokusetyenziswa kwedama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke
8.	Ilungelo lokuNgena
9.	Ucwangco neNdlela yokuziPhatha
10.	IsiHloko esiFutshane nokuqala kwawo

1. Iingcaciso

Kule miThetho kaMasipala, ngaphar dle kokuba umxholo uthetha enye into-

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elasekwa ngokwecandelo le-12 loMthetho wamaCandelo kaMasipala: kuRhulumente waseKhaya (uMthetho we-117 ka-1998), ohlaziyiweyo;

uMthetho wemiGaqo yeZakhiwo nemiGangatho yeZakhiwo uthetha uMthetho wemiGaqo yeZakhiwo nemiGangatho yeZakhiwo, ka-1977 (uMthetho we- ka-1977), hlaziyiweyo;

indawo uthetha nawuphi umhlaba, isakhiwo okanye into eyakhiweyo.

Okufunekayo kuloo ndawo

- (1) Izindlu zokutshintshela ezahlukileyo, ishawa, izindlu zangasese mazibonakale lula ukuba zezesiphi isini kube lula nokufikelela kwibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke namadama okuqubha yaye oko kuhambelane noMthetho wemiGaqo yeZakhiwo nemiGangatho yeZakhiwo.
- (2) Idama lokuqubha malirhangqwe ludonga okanye ucingo oluvunyiweyo njengoko kubekiwe kuMthetho wemiGaqo yeZakhiwo nemiGangatho yeZakhiwo.
- (3) Umphezulu wale ndawo kunyathelwa kuyo orhangqe ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke okanye idama lokuqubha mawungagqithi manzi nagesi yaye unqatshelwile.
- (4) Isikhuseli-gesi yekhemikhali esifanelekileyo masinikwe xa kufakelwa isicoci samanzi, yaye ukuba igosa lezempilo lifuna njalo, makunikwe isixhobo sokuphefuma umoya okanye ioksijini.
- (5) Inani elaneleyo lemigqomo yenkukuma mayibekho kuloo ndawo.

Imisebenzi yomgcini wendawo yeBhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke

- (a) Le ndawo mayigcinwe ikwimeko ekhuselekileyo, ecocekileyo nesempilweni ihlale ilungiswa ngawo onke amaxesha.
- (b) Ibhokisi yoncedo lokuqala enento yonke evunyiweyo, ekwindawo ebonakalayo, indawo elungiswayo negcinwa ikwiindawo ezibonakalayo, ezifumaneka lula nezikhuselekileyo mayinikwe.
- (c) Umgcini wendawo yebhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke makaqiniseke ukuba amanzi acocekile, alungisiwe aze agcinwa ekumgangatho ovumelekileyo ngawo onke amaxesha xa le bhafu isebenza.
- (d) Izixhobo zokuhlola umgangatho wamanzi ale bhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke ukujonga ukungcoliseka nokubulala iintsholongwane mazibekhona zize zigcinwe zikwimeko esebenzayo.

- (e) Umgcini webhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke mayihambelane ngokuzeleyo nazo zonke iimvavanyo zesiqhelo eziya kwenziwayo kunye nokutolikwa kweziphumo zazo.
- (f) Irekhodi yokusetyenziswa mihla le komgangatho wamanzi makugcinwe.

4. Imisebenzi yomgcini wedama lokuqubha

- (a) indawo mayigcinwe ikwimeko ekhuselekileyo, ecocekileyo nesempilweni ngalo lonke ixesha;
- (b) Makanike ibhokisi yoncedo lokuqala enento yonke, izixhobo zokusindisa ubomi nezixhobo zokuvuselela ubomi ezibhalwe ngokucacileyo, ezigcinwe kakuhle nezibekwe kwindawo efanelekileyo, efikeleleka lula nekhuselekileyo;
- (c) Umgcini wedama lokuqubha makabe noqeqesho oluqinisekisiweyo nolwazi ekusindiseri ubomi, ukunika uncedo lokuqala, ukusebenzisa izixhobo zokuvuselela ubomi, ukusetyenziswa kwedama lokuqubha nokuvavanywa nokugcinwa kokhuseleko lwamanzi;
- (d) Abagcini bamadama okuqubha mabaqiniseke ukuba amanzi ayacocwa, alungiswe agcinwe ekumgangatho ovumelekileyo ngalo lonke ixesha xa lisebenza elo dama lokuqubha;
- (e) Ukunika nokugcina kwimeko efanelekileyo yokusebenza izixhobo zokuvavanya umgangatho wamanzi edama lokuqubha kujongwa ukuba akangcolanga na kubulawa neentsholongwane;
- (f) Umgcini wedama lokuqubha makabe nolwazi oluzeleyo lwazo zonke iimvavanyo zesiqhelo ezenziwayo kunye nokutolika iziphumo zazo;
- (g) Irekhodi yokusetyenziswa mihla le komgangatho wamanzi makugcinwe.

5. Unikezelo lwamanzi

- (a) Akukho manzi asika komnye umthombo ngaphandle konikezelo lukaMasipala, amakasetyenziselwe ukucoqa, ukuzalisa nokugcina inqanaba ledama lokuquba okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke ngaphandle kokuba igosa lempilo yendalo likhuphele umgcini wedama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke isatifiketi esixela ukuba loo manzi akufanele ukusetyenziswa.

Igosa lempilo yendalo malithathe iisampule zamanzi edama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke kumanqanaba acingeleka ukuba alufanele uhlalutywe lweekhemikhali okanye uvavanyo

lweentsholongwane ezizibhakthiriya, lizise kumhlalutyi ogunyaziswe ngokwecandelo le-12 loMthetho weZidlo, iziThambiso neziBulalazintsholongwane, ka-1972 (uMthetho wama-54 ka-1972).

6. Ukhuseleko lwamanzi

Wonke umgcini webhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke nomgcini wedama lokuquba makaqiniseke ukuba amanzi akwibhafu yakhe yokuphulula umzimba ukuze ukhululeke okanye edama lokuqubha ahambelana noku kulandelayo xa zisebenza-

- (a) Amanzi lawomakangabinazinto zidadayo, ezijingayo okanye ukungcola okutsheloyo okanye izinto ezidadayo eziseludongeni, phantsi, ezilelini okanye izitephusi zokungena emanzini yaye iindlela ezihamba amanzi mazingabinantsila nazinto ezimtyibilizi;
- (b) Ixabiso le-pH lamanzi malingabikho ngaphantsi kwesi-7 yaye lingabi ngaphezu kwesi-8;
- (c) Apho kusetyenziswa izibulala-zintsholongwane ezineklorina, makugcinwe ubuncinane bentsalela yeklorina obuyi- 5mg/l ize eyona ntsalela yeklorina izihambela nje ibe yi- 3 mg/l .
- (d) Apho kusetyenziswa esinye isicoci esingeyoklorina, inqanaba lentsalela yaso malilingane nokusebenza okukwiimfuno ezibekwe kwicandelwana (3).
- (e) Ixabiso elipheleleyo lenani leentsholongwane ezizibhakthiriya kuyo nayiphi na isampule efakelwe uhlalutyi ngokweendlela ezivumelekileyo malingabi ngaphezu kweentsholongwane ezili-100 kwi- ml yamanzi.
- (f) Iibhakthiriya eziziescherichia coli type 1 mazingabikho kuyo nayiphi i-100 ml yamanzi; yaye
- (g) Makubekho yaye kugcinwe isixhobo esifanelekileyo sokuvavanya umgangatho wamanzi.

6. Ukunqandwa kokusetyenziswa kwedama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke

- (a) ukuba amanzi edama lokuqubha, okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke xa zifumaneka ukuba zingasebenza, zingalandeli oko kukwicandelo 5, yaye ukuba, ngokokubona kwegosa lempilo yendalo, ukusetyenziswa kwelo dama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke akayifanelanga impilo yoluntu,

unokukunqanda ukusetyenziswa kwelo dama lokuqubha okanye loo bhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke.

- (b) Uthintelo lokusetyenziswa ngokwecandelwana (1) maluhlale lunyanzeliswa de kubekho ukubuyiselwa kokusebenza okubhaliweyo okwenziwe lelo gosa lempilo yendalo ukukhutshelwe umgcini welo dama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke.

7. Ilungelo lokuNgena

- (a) Igosa lempilo yendalo linokuthi ngawo onke amaxesha afanelekileyo, xa idama lokuqubha okanye ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke isebenza, angene kuyo nayiphi indawo ngenjongo yokuhlola athathe neesampuli zamanzi azibona zifanelekile kuxilongo okanye uhlatutyo lwekhemikhali okanye ibhakthiriya.

8. Ucwangco neNdlela yoziPhatha

Akukho mntu ekufuneka-

- (a) aphazamisane nomgcini wedama lokuqubha, umgcini webhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke okanye naliphi igosa likaMasipala xa lisenza imisebenzi yalo;
- (b) avumele nayiphiinja okanye isilwanyane esiliqabane lakhe okanye esikhathalelwa nguye ukuba singene okanye sihlale ngaphakathi kuloo ndawo;
- (c) asebenzise nayiphi indawo esazi okanye ekrokrela ukuba unesifo esosulekayo okanye esisasazekayo; okanye
- (d) achamele, azithumele, athufele okanye afinyelele ibhafu yokuphulula umzimba utsho ukhululeke okanye idama lokuqubha.

Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala

34. Imigaqo ekwimiThetho kaMasipala ebhekiselele kumadama okuqubha neebhafu zokuphulula umzimba utsho ukhululeke kaMasipala iyayekiswa ukuba inento yokwenza nemiba ebekwe kule miThetho kaMasipala.

9. Isihloko esifutshane nokuqala kwayo

Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yamaDama okuQubha neebhafu zokuphulula umzimba ukuze ukhululeke yaye iya kuqala ukusebenza ngosuku olubekwe liBhunga likaMasipala ngesaziso kwiGazethi.

No. 20

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEENKONZO
ZOKULUNGISA IINWELE, EZOBUHLE
NEZIZINTO ZOKUTHAMBISA**

IMITHETHO YOYILO LOKU-1

IINKONZO ZOKULUNGISA IINWELE, EZOBUHLE NEZEZINTO ZOKUTHAMBISA

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loMthetho weeNdlalela zokwenza zikaMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa kunye necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha iiNkonzo zokuLungisa iinwele, ezoBuhle nezezinto zokuThambisa: zikaMasipala waseMbizana ezivunywe liBhunga likaMasipala.

Iingcaciso

1. Kwesi sahluko, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into -

“ukugqojozwa komzimba” kuthetha ukugqojozwa kwesikhumba ngenjongo yokufaka nantoni na engeyoyomzimba;

“inkonzo yezinto zokuthambisa okanye yobuhle” iquka, kodwa ingaphelelanga apho, nayiphi na enye nangaphezu lu kwezi nkonzo zilandelayo:

- (a) ukulungiswa kweenziwo zeminwe, ukulungiswa kweenziwo zeenzwane, ubuchwepheshe beenziwo, okanye ukufakelwa kweenziwo ezenziweyo okanye ienziwo ezandisiweyo, nokuba kusetyenziswe ntoni na;
- (b) ukulungiswa nokuchetywa kwamashiyi kuquka ukufakelwa kwamashiyi obuxoki okanye okuzenzela okanye imisebe nokuthintwa kwemisebe yamehlo;
- (c) izithambiso zobuhle nezokogquma amabala ebusweni kunye neempawu zawo, nokuba kungeendlela ezisisigxina, okanye eziphantse zibe zezesigxina okanye ezethutyana;
- (d) ukhathalelo lolusu lobuso;
- (e) ukususwa kweenwele ezingafunekiyo okanye ezikhula ngokukhawuleza kuyo nayiphi indawo yomzimba ngayo nayiphi indlela, ngaphandle kokuzitsheva, kuquka ukuzisusa ngodongo olulungiselelwe oko, ngamachiza eekhemikhali, ngezixhobo zombane okanye zemekhanikhi, nokuba kukho isixhobo, ubushushu ukulungiswa kwento okuthile okusetyenzisiweyo kulo naluphi na usetyenziso;
- (f) ukugqotshozwa komzimba nokubhalwa komzimba ngenjongo zokuzenza mhle;

- (g) ukuphululwa komzimba (imasaji);
- (h) ukujikwa kwebala lomzimba utshiswa ngeradiyeyishini yealthravayoletshi okanye nayiphi na enye indlela efana naleyo; okanye
- (i) ukuncitshiswa komzimba kuquka zonke iindlela zokunciphisa umzimba;

“ukulungiswa kweenwele” kuquka, kodwa kungaphelelanga apho, enye okanye nangaphezulu kwezi nkonzo:

- (a) Ukuhlanjwa ngeshampu nokucocwa, ukufakwa kwekhondishini nokuthrithwa kweenwele; ukuvuselelwa ngeekhemikhali kweenwele kuquka ukwenziwa kweenwele ziqine zibe ngathi ngamaza ngokusisigxina, ukufakwa kwerileksa nokolulwa kweenwele;
- (b) ukufakelwa kombala kweenwele, kuquka ukuthinta, ukudaya nokufaka umbala ngokusisigxina, ngokuphantse kube sisigxina okanye ngokwethutyana, kuquka ukusetyenziswa kwezinto zokupula iinwele ezinemibala, iishampu, ijeli okanye iimusi ezinemibala kunye nokwenza iinwele zikhanye ngohlobo lweethinti, iibhlitshi, iihayilayithi okanye iithinti okanye iithowuna eziphakamisa iinwele;
- (c) ukuchetywa nokuqingqwa kweenwele;
- (d) iinkonzo zokucheba kuquka ukutsheva nokuthungelwa kweenwele;
- (e) ukongezwa kweenwele ngeenwele zendalo nezokuzenzela kunye nee-ekstenshini, iibhodwekhi, iipastitshi, ukwenziwa kweewigi okanye ukwenziwa kwayo nayiphi na into echazwe kwimihlathi (a) ukuya ku-(e) kwiwigi okanye ihepisi eza kunxitywa ngumntu; okanye
- (f) itrayikholoji nokuthrithwa ngetrayikholoji kweenwele kuquka ukuthrithwa kwezinto ezingaqhelekanga nezingafanelekanga ezinweleni;

“isaluni” ithetha nayiphi indawo apho kwenziwa nokuba yeyiphi okanye ezininzi kwezi nkonzo zilandelayo zisenzelwa inzuzo:

- (a) inkonzo yokulungisa iinwele;
- (b) inkonzo yezinto zokuthambisa okanye zobuhle;

- (c) ukugqojozwa nokubhalwa komzimba; okanye
- (d) inkonzo yokuphululwa komzimba;

“inkonzo yasesaluni” ithetha nayiphi inkonzo enye okanye ngaphezulu okanye izenzo ezixutyiweyo okanye iinkonzo eziqheleke nezidla ngokwenziwa ngumntu onika inkonzo kushishino leenkonzo zolungiso lweenwele, zezinto zokuthambisa okanye zobuhle kuquka nayiphi inkonzo yemasaji, yokugqojozwa nokubhalwa komzimba.

Iimfuno zephemithi

2. (1) Akukho mntu unokwenza isaluni ngaphandle kwaxa enephemithi egunyazisa loo msebenzi.
- (2) Umntu ofuna ukwenza isaluni makafake isicelo sephemithi kuMasipala aze azalise ifomu ebekelwe loo nto.

Iimfuno zendawo ezo

3. Akukho mntu unokwenza isaluni kuyo nayiphi na indawo engalandeli ezi mfuno zilandelayo:
 - (a) ukukhanya nokuhamba komoya okwaneleyo, njengoko kubekiwe kuMthetho wemiGaqo yeZakhiwo nemiGangatho yeZakhiwo kaZwelonke, makube khona;
 - (b) zonke ishelfu, izinto ezingasukiyiyo neentloko zeetafile ekubekwa kuzo izixhobo zokusebenza mazakhiwe ngemathiriyeli avunyiweyo ehlala ixesha elide, engatsali zinto necoceka lula;
 - (c) amanzi nezindlu zangasese mazifumaneka njengoko kubekiwe kuMthetho wemiGaqo yeZakhiwo nemiGangatho yeZakhiwo kaZwelonke;
 - (d) izixhobo ezaneleyo, kunye nonikezelo lwamanzi etephu, mazibe khona ukwenzela ukuhlamba iinwele nezandla;
 - (e) indlela evunyiweyo yokulahla amanzi amdaka mayibe khona;
 - (f) iindawo zokubeka mazibe khona;
 - (g) iindonga nomgangatho mazakhiwe ngemathiriyeli ecoceka lula nenqanda ukusasazeka kweenwele ezichetywayo;

- (h) le ndawo mayingasetyenziselwa ukugcina nokulungisa ukutya okanye ukulala ngaphandle kokuba nayiphi indawo elungiselelwe oko yahlulwe ngokucacileyo ngodonga olungagqobhozi manzi; yaye
- (i) kubekho amagumbi okutshintshela oneleyo ohlukeneyo awamadoda nawabafazi, apho kuqeshwe abantu besini esinye abahlanu nangaphezulu, kufuneka abe:
- (i) nekhathathana encinci yentsimbi eyaneleyo yomsebenzi ngamnye;
 - (ii) isitya sokuhlambela izandla esinethephu yamanzi abandayo nashushu; kunye
 - (iii) nesephu eyaneleyo neetawuli ezilahwayo kwisitya sokuhlamba izandla ngasinye;
- (j) ukuba akukho gumbi lakutshintshela likhoyo ngokomhlathi (i) –
- (i) isitya sokuhlambela izandla esinethephu yamanzi ashushu nabandayo, masibe kwindawo efikelekayo;
 - (ii) ikhathathana encinci yentsimbi mayinikwe umsebenzi ngamnye osebenza kuloo ndawo.

Imisebenzi yabenzi beesaluni

4. Nawuphi na umntu owenza isaluni kufuneka -
- a) agcine loo ndawo, izixhobo, izixhobo zokusebenza nezinto ezinxitywayo zikwimo esempilweni nelungileyo ngawo onke amaxesha;
 - b) axhobise loo ndawo ngeendlela ezaneleyo zokubulala iintsholongwane nokucoca izixhobo nezixhobo zokusebenza ezinokudibana ngqo neenwele okanye ulusu lwabaxumi;
 - c) anike abasebenzi abakuloo ndawo iimpahla nezixhobo zokhuseleko;
 - d) aqokelele zonke iinwele ezixhuthekayo okanye nanye inkukuma kumgqomo ovunyiweyo emva kwenkonzo nganye;
 - e) agcine okanye alahle inkukuma ngeendlela evunyiweyo;
 - f) aqeqeshe ngokwaneleyo wonke umntu osebenza kuloo ndawo;

- g) angavumeli nasiphi isilwanyana kuloo ndawo ngaphandle kokuba yinja ekhokele umntu ongaboniyo; aze
- h) aqiniseke ukuba wonke umntu osebenza kuloo saluni ulandela iimfuno zeli candela necandelo 55 no-56.

Eyona migangatho iphantsi yempilo yokwenza isaluni

5. Nawuphi umntu owenza okanye oqeshwe esaluni makalandele le migaqo ilandelayo:

- (a) abulale iintsholongwane kwezi zixhobo emva kokusebenza ngakunye:
 - (i) Ireyiza;
 - (ii) iibhleyidi;
 - (iii) iifayili zenzipho;
 - (iv) izikere;
 - (v) iiklipha;
 - (vi) iibrashi zeenwele;
 - (vii) iikama;
 - (viii) iibrashi ezithambileyo zeenwele;
 - (ix) iikliphu zentsimbi; kunye
 - (x) neerola;
- (b) acoce ngokususa iintsholongwane ngokwaneleyo ezi zixhobo zilandelayo emva kokusetyenziswa ngakunye:
 - (i) naziphi izixhobo ezisetyenziselwa ukugqobhoza nokubhala umzimba;
 - (ii) naziphi izixhobo eziye zadibana negazi okanye nayiphi na incindi yomzimba;
- (c) ahlambe acoce zonke iitawuli zeplastikhi nezelaphu emva kokusetyenziswa ngakunye;

- (d) alahle zonke iiglavu zeplastikhi nezinye izinto ezilahlwayo emva kokusetyenziswa ngakunye;
- (e) alahle zonke iifaskoti nezinto ezithwalwayo yonke imihla;
- (f) ahlambe izandla zakhe ngamanzi nesepha okanye isibulali-zintsholongwane phambi nasemva kokwenza inkonzo nganye kwiklayenti;
- (g) anxibe iiglavu ezilahlwayo xa esenza enye yezi nkonzo zasesaluni zilandelayo:
 - (i) naziphi iinkonzo zekhemikhali;
 - (ii) nakuphi ukufakelwa okanye ukutyalwa kweenwele;
 - (iii) ukugqojozowa komzimba; kunye
 - (iv) nokubhalwa komzimba;
- (h) ahlambe onke amadonga, phantsi, izitulo nezinye iindawo ezikuloo ndlu ubuncinane kanye ngosuku ngesibulala zintsholongwane okanye isicoci sasendlwini;
- (i) alahle yonke inkukuma, izixhobo ezibukhali, iitawuli ezinegazi okanye ezingcolileyo kunye nephepha lokosula ngendlela evunyiweyo;
- (j) abeke iireyiza, iibhleyidi, iinaliti nezinye izixhobo ezibukhali zodwa kwibhokisi "yezixhobo ezibukhali";
- (k) anyange ngokwaneleyo umonzakalo okanye isilonda esinokwenzeka apho kuloo ndawo;
- (l) acoce aze abulale iintsholongwane kuzo zonke iindawo ezingcoliswe ligazi emva kwenkonzo nganye; aze
- (m) agcine ikiti yoncedo lokuqala kuloo ndawo ngawo onke amaxesha.

Ukunqandwa kokusetyenziswa kwendawo yesaluni ngezinye iinjongo

- 6. (1) Nawuphi umntu owenza isaluni makaqiniseke ukuba loo ndawo isetyenziselwa loo nto kuphela.

- (2) Nawuphi umntu ofuna ukulungiselela abaxumi bakhe nayiphi na into ephungwayo kwindawo yesaluni makabe nendawo eyodwa, enezixhobo zokucoca izitya namacephe, ezilungiselelwe loo nto.

Ukwaphulwa komthetho nezohlwayo

7. Nawuphi umntu:

- (a) owaphula okanye ongalandeli:
- (i) nawuphi na umgaqo kule miThetho kaMasipala;
 - (ii) nawuphi umqathango onyanzelwa ngokwale miThetho kaMasipala; okanye
 - (iii) nasiphi isaziso ekuthethwe ngaso kule miThetho kaMasipala
- (b) ophazamisa okanye olibazisa naliphi igosa ekwenzeni nawuphi umsebenzi walo ngokwaloo nto ibhalwe kule miThetho kaMasipala okanye
- (c) othi, ngokubhekiselele kuwo nawuphi umgaqo wale miGaqo kaMasipala, anike iinkcukacha ezibubuxoki, ngokolwazi lwakhe, okanye nayiphi into eqhathayo,

unetyala lokophula umthetho yaye ujongene nesigwebo okanye, xa engakwazi ukusihlawula avalelwe ithuba leenyanga ezintandathu.

Ukuyekiswa

8. UMasipala waseMbizana urhoxisa ekwayekisa yonke imiThetho kaMasipala eBhekisele kwiiNkonzo zokuLungisa iiNwele, ezoBuhle kunye nezeZinto zokuThambisa kwindawo elawulwa nguMasipala waseMbizana.

Isihloko esifutshane nokuqala kwayo

9. (1) Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala eBhekiselele kwiiNkonzo zokuLungisa iiNwele, ezoBuhle nezeZinto zokuThambisa iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye imihla ebekwe liBhunga ngokuyipapasha kwiGazethi yePhondo.
- (2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokusebenza kwiindawo ezahlukeneyo.

No. 21

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEZITHUBA
EZIVULEKILEYO ZOLUNTU**

IMITHETHO YOYILO LOKU-1

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loMthetho weeNdlela zokwenza zikaMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa kunye necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yeeNdawo eziVulekileyo zoLungu: zikaMasipala waseMbizana ezivunye libhunga likaMasipala.

ISISHWANKATHELO SEMIGAQO EBALULEKILEYO YEMITHETHO KAMASIPALA EYILWAYO YEENDAWO EZIVULEKILEYO ZOLUNTU

ISIAHLUKO I: UKUTOLIKWA KUNYE NEMITHETHO-SISEKO ENGUNDOQO

Ukusebenza kwayo neNjongo

1. Lo Mthetho kaMasipala usebenza kuzo zonke iindawo ezivulekileyo zoluntu, ngaphandle kwasemangcwabeni, kuMasipala waseMbizana. Iindawo ezivulekileyo zoluntu zibhekisa kuwo nawuphi umhlaba apho, umzekelo, uluntu lunelungelo elifanayo lokuwusebenzisa okanye obekelwe bucala ngenjongo yolonwabo okanye ulondolozo lukawonkewonke okanye ongaphuhlisiwanga ngokwaneleyo yaye uvulekile ungabekelwanga bucala ngenxa yayo nayiphi na injongo ngokwawo nawuphi umthetho, indlela yokubeka imida okanye isicwangciso sokusebenzisa isithuba.
2. Injongo yalo Mthetho kaMasipala kukunika, isebenzisana neminye imithetho esebenzayo, isakhelo esisebenzayo somthetho nesokulawula;
 - (a) ukuqinisekisa ukuba ulawulo, ukuphathwa nokuphuhliswa kweendawo ezivulekileyo zoluntu libhunga luyakwazi ukumelana nendalo, yaye lujongene neemfuno zexesha elide zoluntu lwaseMbizana, kuquka nezizukulwana ezizayo; kunye
 - (b) nokucacisa gca amalungelo noxanduva loluntu ngokubhekiselele kwiindawo ezivulekileyo zoluntu.

ISIAHLUKO II: UKULAWULWA NOKUPHATHWA KWEENDAWO EZIVULEKILEYO ZOLUNTU

Imithetho-siseko

Le mithetho-siseko ilandelayo iyasebenza: -

3. (1) Iindawo ezivulekileyo zoluntu mazilawulwe, ukuze apho kufanelekileyo ziphuculwe, kujongwe into efunwa luluntu lonke.
- (2) Iindawo ezivulekileyo zoluntu mazilawulwe ngendlela ekwaziyo ukumelana nendalo.

- (3) Abantu mabanikwe ukufikelela kwiindawo ezivulekileyo zoluntu ngendlela engakhethiyo nefanayo.
- (4) Akho kuyimfuneko, makubekho iindlela ezizodwa ezithathwayo zokuncedia ukufikelela kwiindawo ezivulekileyo zoluntu kwabo bantu bebekade bevalelwe amathuba kwakunye nomntu onenkubazeko emzimbeni.
- (5) Ukufikelela kwiindawo ezivulekileyo zoluntu mazivaleleke kodwa hayi ngendlela yokuba kubekho ucalulo olungenasizathu ngakumntu okanye abantu bodidi oluthile.
- (6) Amathuba olonwabo, emfundo, ezentlalo namanye amathuba anikwa ziindawo ezivulekileyo zoluntu makakhuselwe aphuculelwe ukuvumela uluntu lwendawo, ngakumbi uluntu olusuka kwiindawo ebezisakuhleleleka ngaphambili, kunye noluntu ngokubanzi ukuba luphucule lutyebise umgangatho wobomi.
- (7) Uluntu lwendawo malukhuthazwe ukuba lusebenzise lukhathalele iindawo ezivulekileyo zoluntu ezikwiindawo zalo.
- (8) Indalo nemithombo yamafa emveli ekwezo ndawo zivulekileyo zoluntu mayichongwe, ilondolozwe, ikhuselwe ize yaziswe, ukwenzela ukuba kufumane uluntu lwendawo leyo, uluntu gabalala kunye nezizwe ezizayo.

Ukusetyenziswa kwemithetho-siseko

4. Le mithetho-siseko ibekwe apha ngasentla kunye nemithetho-siseko ebekwe kuMthetho woLawulo lukaZwelonke lweNdalo, ka-1998 (uMthetho we-107 ka-1998) kufuneka ijongwe ize isetyenziswe nguye nawuphi umntu osebenzisa igunya okanye osebenza okanye owenza umsebenzi phantsi kwale miThetho kaMasipala kanye esenza okanye esebenzisa ipolisi enokuchaphazela iindawo ezivulekileyo zoluntu.

Amagunya gabalala

5. IBhunga, elicacaciswa njengeliyuka umniki-nkonzo ofana ne*Mbizana Parks*, linokuthi ngokubhekiselele kuyo nayo nayiphi indawo evulekileyo yoluntu –
 - (a) libekele bucala nayiphi na indawo kwindawo evulekileyo yoluntu njengendawo ekuya kwenziwa kuyo isenzo esinye okanye nangaphezulu esingavumelekanga ngokwale miThetho kaMasipala;
 - (b) liphuhlisa nayiphi indawo evulekileyo yoluntu ngokwale mithetho-siseko ibekwe kwicandelo 1;

- (c) lisebenzise naliphi igunya elifanelekileyo elifunekayo ukuyekisa ababhathi balo uxanduva lwabo lweendawo ezivulekileyo zoluntu ngokwalo Mthetho kaMasipala.

IINTLAWULO

6. IBhunga linokufuna uluntu ukuba luhlawulwe intlawulo ebekiweyo, ehlawulelwa, phakathi kwezinye izinto -
- (a) ukusetyenziswa kwezinto zolonwabo nezinye izinto;
- (b) ukungena kwiindawo ezivulekileyo zoluntu okubiza kakhulu ukuzilungisa kunezinye iindawo ezivulekileyo zoluntu, njengeegadi zezityalo;
- (c) ilungelo lokwenza umcimbi owodwa;

ukusetyenziswa okukodwa kwendawo kamasipala ithuba elithile.

Ukungavunyelwa kokungena

6. IBhunga linokungakuvumeli ukungena kuyo nayiphi indawo evulekileyo yoluntu okanye kuyo nayiphi inxenye yendawo evulekileyo yoluntu ithuba elithile ukwenzela -
- (a) Ukukhusela nawuphi umba wendalo okwindawo evulekileyo yoluntu;
- (b) ukunciphisa ukonakaliswa nokutshatyalaliswa kwendawo;
- (c) ukuphucula ukuphathwa kwendawo evulekileyo yoluntu;
- (d) ukuphucula indawo evulekileyo yoluntu;
- (e) ukuvumela umcimbi owodwa ukuba uqhubeke; okanye
- (f) ukwenza nawiphi na isenzo iBhunga elisibona siyimfuneko okanye sifanelekile ukufeza iinjongo zale miThetho kaMasipala.

Indlela elandelwayo xa kusetyenziswa amagunya

8. Phambi kokusebenzisa amagunya alo iBhunga kufuneka
- (a) anike isaziso seso senzo sicitywayo; aze
- (b) ajonge imihlomlo nokwala okufunyanwayo okuphendula eso saziso.

Amagunya amagosa omthetho

9. Ngokwayo nayiphi indawo evulekileyo yoluntu, naliphi igosa lomthetho linokukhupha isaziso ngokoMthetho weeNdlela zoLwaphulo-mthetho okanye imiThetho kaMasipala, kanye liyalele umntu ukuba ayishiye indawo evulekileyo yoluntu xa likholelwa ukuba lo Mthetho kaMasipala awulandelwanga.

Izinyanzeliso ngokubhekiselele kwiindawo ezivulekileyo zoluntu

10. (1) IBhunga kufuneka lixhome isaziso esifunekayo phantsi kwale Mithetho kaMasipala phakathi kwindawo evulekileyo yoluntu.
- (2) Ngokubhekiselele kwiindawo ezivulekileyo zolonwabo zoluntu, iBhunga maliqinisekise ukuba zivulelekile kuluntu phakathi kokuphuma nokutshona kwelanga, ngaphandle kokuba kukho amanye amaxesha abekiweyo.

IS AHLUKO III: UKUZIPHATHA OKUNGAVUMELEKANGA**Izenzo ezingavumelekanga**

Nawuphi umntu owenza isenzo okanye oziphethe ngendlela engavumelekanga phantsi kwesi sahluko wophula umthetho.

Izinto Gabalala

11. Akukho mntu uya kuthi phakathi kwendawo evulekileyo yoluntu –
- (a) aziphathe ngendlela eyingozi ebomini okanye kwizinto ezikhoyo;
- (c) enze okuchasene nemigaqo yaso nasiphi isaziso esikwindawo evulekileyo yoluntu;
- (d) ophazamisayo;
- (e) aziphathe ngendlela engenasidima necaphukisayo; okanye aphazamise naliphi igosa eligunyazisiweyo elisebenzisa igunya phantsi kwale miThetho kaMasipala.

Ukusebenza

12. Ngaphandle kokugunyaziswa, akukho mntu unokuthi kwindawo evulekileyo yoluntu –
- (a) aqophe okanye azihlambe yena, isilwanyana okanye nayiphi into, kuquka impahla kuyo nayiphi indawo yamanzi;

- (b) asebenzise ubugcisa bamanzi kuyo nayiphi indawo yamanzi;
- (c) abase umlilo;
- (d) akhempishe kuyo nayiphi indawo evulekileyo yoluntu;
- (e) asele, adidiyele, abeke okanye athengise nasiphi isiselo esinxilisayo;
- (f) asebenzise naziphi izixhobo zesandi;
 - (i) ukudlala umdlalo ngokuvakalayo, ngaphandle kwakwindawo elungiselelwe loo nto;
 - (ii) adubule; okanye
- (g) akhwele ihashe okanye ibhayisekile.

Inkukuma

13. Akukho mntu unokubeka inkukuma okanye alahle nayiphi na inkukuma, ngaphandle kwakumgqomo obekelwe loo nto liBhunga.

Izithuthi

14. Kukho izantya ezibekelwe ukuqhuba nokupaka kwindawo evulekileyo yoluntu.

Izilwanyana nezityalo

15. Akukho mntu unokuphazamisa, onakalise, atshabalalise okanye asuse naziphi izityalo;

atyale naziphi izityalo; adlakathise okanye ngenye indlela aphazamise nayiphi intlanzi, intake okanye isilwanyana; okanye axhome emthini nayiphi into eprintiweyo.

Ukuthengisa nemicimbi eyodwa

16. Ngaphandle kokugunyaziswa akukho mntu unokusebenzisa izinto zikamasipala ngendlela evalela ngokungafanelekanga okanye enqanda abanye abasebenzisi bendawo evulekileyo yoluntu ukuba bangonwabeli izinto zikamasipala okanye athengise, ahambe ethengisa, anike abantu okanye abonise naziphi izinto okanye okubhaliweyo okuthengiswayo okanye okuqheshiswayo.

Inkonzo yoluntu

17. Akukho mntu unokuthi phakathi kwindawo evulekileyo kaMasipala enze nawuphi umisebenzi woluntu okanye umsebenzi wokuzithandela walo naluphi uhlobo.

ISAPHLUKO IV: UKUFAKA ISICELO SOGUNYAZISO**Ukufaka isicelo sephemithi yomcimbi owodwa**

18. (1) Ukufaka isicelo semvume yokubamba umcimbi owodwa kwindawo evulekileyo yoluntu masenziwe ubuncinane kwiiveki ezintathu phambi kwaloo mhla ucetywayo waloo mcimbi ucetywayo.
- (2) Eli thuba kuthethwe ngalo kwicandelwana (1) linokuncitshiswa ngesizathu esibalulekileyo ngokokubona kweBhunga.
- (3) Eso sicelo masibe neenkukacha ezichaziweyo.

Ukufakwa kwesicelo sokufuya kwindawo evulekileyo yoluntu yolimo yasedolophini

Isicelo sokuvunyelwa ukufuya kwindawo evulekileyo yoluntu yolimo yasedolophini masibe neenkukacha ezichaziweyo.

ISAPHLUKO V: IZIVUMELWANO ZOKULAWULWA KWEENTSEBENZISWANO ZOLUNTU

18. IBhunga lingangena kwisivumelwano esibhaliweyo nawo nawuphi umbutho kaRhulumente, uluntu lwendawo okanye umbutho ukulungiselela –
 - (a) uphuhliso lwentsebenziswano yoluntu kuyo nayiphi indawo yoluntu; okanye
 - (b) ukulawula iintsebenziswano zayo nayiphi indawo evulekileyo yoluntu; kunye
 - (c) nokulawulwa kwezenzo zoluntu kwindawo evulekileyo yoluntu.

ISAPHLUKO VI: UMYALELO WOKULONDOLOZWA KWEMITHI**Izinto Gabalala**

20. Ukuba iBhunga likholelwa ukuba nawuphi umthi okanye iqela lemithi ekwindawo evulekileyo yoluntu ifuna ukhuselo olusemthethweni lweBhunga linokukhupha umyalelo wokulondolozwa kwemithi ngokubhekiselele kuloo mthi okanye iqela lemithi.

ISAPHLUKO VII: IZIBHENO

21. Umntu onamalungelo achatshazelwa sisigqibo esithathwe ligosa eligunyaziswe phantsi kwale miThetho kaMasipala, unokubhena kuso nasiphi isigqibo ngokunika isaziso esibhaliweyo sokubhena kunye nezizathu kumphathi kamasipala zingadlulanga iintsuku ezingama-21 zomhla wokwaziswa kwesigqibo.

ISAHLUKO VIII: IMIGAQO GABALALA**22. Ukwaphulwa komthetho nezohlwayo**

Umntu –

- (a) ongaphumeleliyo okanye ongavumiyo ukunika igosa iinkcukacha elizifunela injongo yokusebenzisa amagunya okanye imsebenzi yalo phantsi kwale miThetho kaMasipala okanye onika elo gosa iinkcukacha ezibubuxoki okanye ezilahlekisayo esazi ukuba zibubuxoki okanye ziyalahlekisa;
- (b) owaphula okanye ongaphumeleliyo ukulandela imigaqo yale miThetho kaMasipala; okanye
- (c) ongaphumeleliyo ukulandela imiqathango yenothisi ayinikiweyo ngokwale miThetho kaMasipala;

unetyala lokwaphula umthetho yaye ujongene nokugwetywa isigweno okanye avalelwe entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezintandathu okanye kokubini isigwebo kunye nokuvalelwa entolongweni.

22. Ukuyekiswa kwayo

- (1) Nawuphi uMthetho kaMasipala osebenza kwindawo elawulwa nguMasipala ngokubhekiselele kumxholo okule miThetho kaMasipala uyayekiswa ngendlela yokuba ukhabana nemigaqo yale miThetho kaMasipala.
- (2) Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala ekhoyo kuya kuqala ukususela ngomhla wokubhengezwa kwale miThetho kaMasipala.

23. IsiHloko esiFutshane nokuqala kwayo

- (1) Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yeeNdawo eziVulekileyo zoLuntu yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye imihla ebekwe liBhunga likaMasipala ize ipapashwe kwigazethi yephondo.
- (2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokusebenza kwayo kwiindawo ezahlukeneyo.

No. 22

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEZIKHULULO
ZEENQWELO-MOYA ZABUCALA**

IMITHETHO YOYILO LOKU-1

ImiThetho kaMasipala yeziKhululo zeeNqwelo-moya zabucala

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loMthetho weeNdlela zokwenza zikaMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa kunye necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yeziKhululo zeeNqwelo-moya zabucala evunywe liBhunga likaMasipala.

IINGCACISO

1. Kule miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba ayihambelani nomxholo -

“isikhululo seenqwelo-moya zabucala” sithetha indawo yokuma kweenqwelo-moya ezincinci eyaziwa njengesikhululo seenqwelo-moya zabucala saseMbizana;

“imiGaqo yokuHamba eMoyeni” ithetha imiGaqo yokuHamba eMoyeni, ka-1963, epapashwe phantsi kweSazisi sikaRhulumente esingu-R.1779 somhla we-15 kuNovemba ka-1963, ehlaziyiweyo;

“ummeli ogunyazisiweyo” uthetha umntu, umbutho okanye ummeli othi ngexesha elithile alawule inqwelo-moya ngokwakhe, aze asebenze egameni lomnini okanye umqhubi wenqwelo-moya;

“uMkhathaleli” uthetha umntu othi nangaliphi ixesha kwinkonzo yeBhunga abe kwisikhundla soMphathi wesikhululo seenqwelo-moya zabucala ephethe eso sikhululo seenqwelo-moya zabucala, yaye uquka nawuphi omnye umntu othi ngexesha elilodwa agunyaziswe ukuba asebenze egameni lakhe;

“iintlawulo” zithetha iintlawulo ezihlawulwa kwiBhunga njengoko zimana ukubekwa liBhunga ngezigqibo ezizodwa;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elibekwe kwicandelo lama-59 lifundwa necandelo lama-81(2) loMthetho ka-2000 weendlela zokwenza zooMasipala: uRhulumente waseKhaya (uMthetho wama-32 ka-2000), ngokwecandelo le-157(1) loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), okanye umntu obekwe ngawo nawuphi na umthetho okanye isigqibo sikaMasipala ukuba alimele;

“uMqondisi” uthetha umntu, ngokwenkonzo kaMasipala okwisikhundla sokuba yiNjineli kaMasipala, okanye oqeshwe okanye ogunyaziswe nguMasipala ukuba enze imisebenzi yaloo ofisi, kukwaquka namagosa akwiSebe leNjineli kaMasipala othi, phantsi kolawulo lwaloo mntu, enze nawuphi umsebenzi okanye asebenzise amagunya ngokwale miThetho kaMasipala;

“indawo yokulungisa” ithetha indawo emelene neendawo zokuma kweenqwelo-moya nezinye izakhiwo ezikwisikhululo seenqwelo-moya zabucala, engaziqukiyo iindawo ezivalekileyo zoluntu;

“indawo yokusebenzela” ithetha indawo yokubaleka iinqwelo-moya neendawo zokuma kweenqwelo-moya xa zisiya okanye zisuka kwindawo baleka iinqwelo-moya;

“umsebenzi” uthetha umntu, umbutho okanye ummeli othi ngexesha elithile enze okanye anike iinkonzo zenqwelo-moya;

“umnini” uthetha umntu, umbutho okanye ummeli othi ngexesha elithile abe ebhalise neCandelo loPhapho eMoyeni njengomnini wenqwelo-moya;

“indawo yokuma kweenqwelo-moya yoluntu” ithetha indawo yokuma kweezenqwelo-moya elawulwa liBhunga nengarentiselwa umntu iyonke, kodwa ineendawo zokupaka ezirentiswa emntwini xa efake isicelo;

“iindawo ezivalekileyo zoluntu” zithetha iindawo ezibekelwe bucala kwesi siza sesikhululo seenqwelo-moya zabucala nezibiyelwe liBhunga ukuze zisetyenziswe luluntu, ziquka neendawo zokupaka izithuthi;

“indawo yokubaleka kweenqwelo-moya” ithetha indawo ethile ebuxande elungiselelwe okanye eyakhelwe ukuhlala nokusuka kweenqwelo-moya ukuba zibaleke kubude bayo;

“indawo yokuhamba iinqwelo-moya” ithetha indlela ethile ekwisikhululo seenqwelo-moya, ephawulwe ngokwendlela ebekwe yimiGaqo yoPhapho lweeNqwelo-moya nelungiselelwe ukuhamba kweenqwelo-moya phambi kokuba zibalekele ukusuka okanye xa zihlala sele zihamba kancinci.

AMAGUNYA OMKHATHALELI

2. (1) UMkhathaleli unokuthi –

- (a) angavumeli nawuphi umntu ongaphumeleliyo ukuhlawula imali yayo nantoni na eyeyesikhululo seenqwelo-moya zabucala mntu lowo ufanele ukuyisebenzisa loo nto emva kokuhlawula ezo ntlawulo, ukuze asebenzise loo nto yesikhululo seenqwelo-moya zabucala;
- (b) xa ebona kuyimfuneko nangasiphi na isizathu nangaliphi na ixesha, alele okanye angavumeli ukungena kwabantu okanye izithuthi, kokubini, kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala

okanye nayiphi indawo eyodwa yaso, kangangethuba alibona lifanelekile;

- (c) ayalele nawuphi na umntu ambona ngathi wenza izinto ezinokubangela uphazamiseko okanye zibe nobungozi kulawulo olufanelekileyo lwesikhululo seenqwelo-moya zabucala ukuba asishiye eso sikhululo yaye ukuba loo mntu uyala ukuthobela umyalelo wakhe, alandele amanyathelo okuba akhutshwe loo mntu;
- (d) ukuba ubona kuyimfuneko ukwenzela ulawulo olufanelekileyo lwesikhululo seenqwelo-moya zabucala, unokuyalela umntu onolawulo olusamthethweni lwesithuthi okanye inqwelo-moya ukuba asisuse eso sithuthi okanye loo nqwelo-moya ayibeke kwenye indawo, ambonise yona, okanye ayisuse ngokupheleleyo kweso sikhululo, yaye ukuba loo mntu uyala okanye akaphumeleli ukulandela loo myalelo unokusisusa eso sithuthi okanye inqwelo-moya, okanye ayalele ukuba isuswe, atsho ukuba mayibekwe ndawoni kweso sikhululo okanye isuswe kweso sikhululo, aze loo mntu ahlawule iindleko ngeso senzo;
- (e) kwimeko yenqwelo-moya eyonakeleyo okanye eyonzakeleyo, unokuyalela umnini, umqhubi okanye ummeli ogunyazisiweyo ukuba loo nqwelo-moya okanye nayiphi indawo yayo, okanye umthwalo, okanye nantoni na ekuloo nqwelo-moya, isuselwe kwenye indawo ayikhombileyo kwalapho kwisikhululo, okanye ayisuse ngokupheleleyo kuso, yaye ukuba loo mntu uyala okanye akaphumeleli ukulandela umyalelo wakhe, unokuthatha amanyathelo ayimfuneko okususa loo nqwelo-moya okanye indawo yayo okanye umthwalo okanye into ekuloo nqwelo-moya, ayise kwindawo ekhuselekileyo kwalapho kwisikhululo okanye ayisuse ngokupheleleyo kuso, aze iindleko zaloo manyathelo azifune kumnini wayo, umqhubi okanye ummeli wayo ogunyazisiweyo.

- (2) AyingoMasipala okanye uMkhathaleli omakabe noxanduva ngayo nayiphi ilahleko okanye umonakalo, nokuba wenzeke ngqo okanye ngokumayana, ebangelwe sisenzo asenzileyo uMkhathaleli lowo okanye abangele ukuba senziwe ngokwecandelwana (1)(d) okanye (e).

ULAWULO LWENQWELO-MOYA, ABAQHUBI NABAKHWELI

- (1) Umnini wenqwelo-moya okanye ummeli wakhe ogunyazisiweyo kufuneka athi nje ukuba ihlale inqwelo-moya esikhululweni, azalise ngokupheleleyo ifomu yokufika kwifisi yeenkcukacha ekwisakhiwo ekuhanjelwa

kufikelwe kuso esikhululweni aze ahlawule iintlawulo zokuhlala kwenqwelo-moya ezibekwe ngokwale miThetho kaMasipala.

- (2) Umqhubi wenqwelo-moya okanye omnye umntu oolawula inqwelo-moya ngethuba elithile, makenze iindlela ezaneleyo zokhuseleko ukugcina abanye abantu bekungama okhuselekileyo ukusuka kwinqwelo-moya phambi kokuba iinjini zidunyiswe nangethuba iinjini zisaduma.
- (3) Akukho mntu ekufuneka –
 - (a) apake inqwelo-moya kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala engayizinzisanga phantsi xa loo nqwelo-moya ishiywe ingenamntu;
 - (b) ashiye inqwelo-moya ingenamntu kwindawo yokusebenzela;
 - (c) adumise injini yenqwelo-moya ngaphandle kokuba kwindawo yokuqhuba kukho umqhubi wenqwelo-moya okanye injineli enolwazi ngeenqwelo-moya;
 - (d) adumise injini yenqwelo-moya ngendlela eya kwenza ukuba umoya obangelwa yiloo njini uye kwisakhiwo esithile okanye kwenye inqwelo-moya okanye emntwini;
 - (e) ashiye itshokhu, isitephu sokunyuka kwabakhweli okanye nayiphi into ephazamisayo okanye ebangela ubungozi kule ndawo yokusebenzela okanye indawo yokulungisa iinqwelo-moya;
 - (f) kukho imvume yomlomo yomntu ophethe inqwelo-moya, akhwele loo nqwelo-moya okanye aphazamise inkwelomoya okanye nantoni na esetyenziswa ekuzidibaniseni; aze
 - (g) enze uqeqesho lokuqhuba iinqwelo-moya ebusuku kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala, ngaphandle kokuba ufumene imvume ebhaliweyo yoMqondisi alandele nemiqathango ayibekelwe nguye.

IINDLELA ZOKUNQANDA UMLILO NOKUNIKWA KWAMAFUTHA EENQWELO-MOYA

4. (1) Akukho mntu ekufuneka –
 - (a) atshaye kwindawo yokusebenzela, indawo yokulungisa, kwindawo yokuchithwa kwamafutha eenqwelo-moya okanye kwiimitha ezili-15 zenqwelo-moya;

- (b) alayithe umlilo kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala okanye ngayo nayiphi indlela enokwenza umlilo okanye umsi, ngaphandle kwakwindawo ayiboniswe nguMkhathaleli kunye negosa lomlilo eliphangeleyo;
 - (c) aphazamisane okanye onakalise naliphi ithumbu lombane, isixhobo sokucima umlilo okanye nasiphi isixhobo sokulwa nomlilo;
 - (d) afunxe amafutha kwinqwelo-moya, ngaphandle kokuba loo nto yenziwa phantsi kohloko lwegosa lomlilo likaMasipala okanye umntu ochongwe lilo, okanye angalandeli umyalelo omalunga noku okhutshwe lelo gosa okanye umntu owonyulwe lilo;
 - (e) apake imoto kwindawo yokuma kweenqwelo-moya;
 - (f) alungise okanye asevisise inqwelo-moya ngaphandle kokuba kukho izixhobo ezaneleyo nezimana ziseviswa zokulwa umlilo;
 - (g) athe amafutha kwinqwelo-moya ekwisikhululo seenqwelo-moya zabucala ngaphandle kwakwindawo nangendlela evunywe nguMkhathaleli;
 - (h) aphazamisane nesixhobo sokutha amafutha enqwelo-moya kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala; okanye
 - (i) adumise injini yinqwelo-moya okanye avumele ukuba idunyiswe ngelixa inqwelo-moya ithiwa amafutha.
- (2) Nawuphi umntu olawula inqwelo-moya ngeli xesha ithiwayo kufuneka –
- (a) athathe amanyathelo okhuseleko afanelekileyo ukuqiniseka ukuba imililo iyanqandwa; yaye
 - (b) ayihlole loo nqwelo-moya athi kanye emva kokuthiwa kwayo ayisusele kwenye indawo kwalapha esikhululweni.

ULAWULO LWEEMOTO

5. (1) Umqhubi wemoto engena okanye ephuma kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala kufuneka anike uMkhathaleli zonke iinkcukacha azifunayo.
- (2) Akukho mntu kufuneka –
- (a) athi engaqalanga wafumana imvume kuMkhathaleli, angene kwindawo yokusebenzela okanye ahambahambe apho ngemoto,

- ngaphandle kokuba loo moto ixhotyiswe ngewokhi-thoki esebenzisa isititshi sosasazo solawulo lwezithuthi zasemoyeni, okanye ukhatshwa sisithuthi esinaloo wokhi-thokhi;
- (b) angene okanye abe nemoto kwindawo yoluntiso ngaphandle kokuba ufumene iphemithi yokungena ekhutshwe nguMkhathaleli ibe iboniswe kwindawo ebonakalayo apho emotweni;
 - (c) abe nesithuthi esinesantya esingaphezu kweekhilomitha ezili-10 ngeyure kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala ngaphandle kwangexesha likaxakeka;
 - (d) apake isithuthi kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala ngendlela eya kuphazamisana nokuhamba okuqhelekileyo kweenqwelo-moya, okanye
 - (e) apake isithuthi kwisikhululo seenqwelo-moya zabucala kwindawo ekungavumelekanga ukupakwa kwezithuthi kuyo neneebhodi zezaziso okanye imithetho yendlela.

UKUVUMELEKA KWINDAWO YOLUNGISO

- 6. (1) Akukho mntu, ngaphandle kwaba bantu balandelayo, ekufuneka angene okanye abe kwindawo yolungiso-
 - (a) umqhubi wenqwelo-moya kunye nabasebenzi ababa kwinqwelo-moya xa isemoyeni nabasebenzisa isikhululo eso ekwenzeni imisebenzi yabo;
 - (b) abasebenzi abanobuchwepheshe abangena kuloo ndawo kuba besenza imisebenzi yabo;
 - (c) umqhubi wenqwelo-moya ofundayo, ngenjongo yokulandela imiyalelo okanye ukuziqhelisa.
 - (d) omnye wabasebenzi baphantsi besikhululo seenqwelo-moya zabucala xa esemsebenzini okanye abanye abasebenzi besikhululo seenqwelo-moya zabucala ekufuneka babe kuloo ndawo kuba besenza imisebenzi yabo.
 - (e) umkhweli wenqwelo-moya, kuphela xa esiya okanye esuka kwinqwelo-moya.
 - (f) nawuphi umntu uMkhathaleli amnike imvume yokuba abe kuloo ndawo.

IMIGAQO GABALALA

7. (1) Imigaqo ekule miThetho kaMasipala mayingabekelwa bucala kuMthetho wezoPhapho ka-1962 (uMthetho wama-74 ka-1962), kunye nemigaqo ebhengezwe phantsi kwawo.
- (2) UMqondisi unolawulo kusetyenziso lweendawo zokuma kweenqwelo-moya, izakhiwo kunye nezinye izixhobo zesikhululo seenqwelo-moya yaye kumaxesha ngamaxesha ebeka imiqathango esebenzayo kolo setyenziso.
- (3) Bonke abantu abakwisikhululo seenqwelo-moya zabucala mababe phantsi kolawulo loMkhathaleli.
- (4) UMkhathaleli unokujonga ukuba zeziphi iimeko apho ukuhlala kuthathwa njengokona kuhlala kweenqwelo-moya, nekufuneka iintlawulo zokuhlala kwayo zibalwe ngalo.
- (5) Akukho mntu ekufuneka –
- (a) apake inqwelo-moya ngaphezu kweeyure ezintandathu kwindawo ehonjiswe ngezitena okanye amatye yendawo yokuhlala kweenqwelo-moya ngaphandle kokuba uMkhathaleli uvuma amanye amalungiselelo oku; okanye
- (b) angene kwindawo yokuma iinqwelo-moya zikawonke-wonke okanye aphazamisane nenqwelo-moya ekuloo ndawo yokuma ngaphandle kokuba uqale wafumana imvume kuMkhathaleli.
- (6) Le ntlawulo yokusetyenziswa kwaso nasiphi isixhobo mayihlawulwe lingaphelanga ithuba leentsuku ezingama-30 ukusuka kumhla wokunikwa kweakhawunti yezo ntlawulo.

ULWAPHULO-MTHETHO NEZOHLWAYO

8. Nawuphi umntu ochasana okanye ongaphumeleliyo ukulandela nayiphi imigaqo yale miThetho kaMasipala, unethaya lesigwebo yaye, enikwa eso sigwebo, ujongene nesigwebo eshlawulwayo okanye, xa engakwazi kusihlawula, ukuvalelwa entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezili-12, okanye kokubini.


Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala

9. Imigaqo kaMasipala yayo nayiphi imiThetho kaMasipala enento yokwenza nezikhululo zeenzwelo-moya zabucala iyayekiswa ukuba ihambelana nemiba echatshazelwe kule miThetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane

10. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yeziKhululo zeeNqwelo-moya zabucala.

CONTINUES ON PAGE 761—PART 4 ZULU



PROVINCE OF THE EASTERN CAPE
IPHONDO LEMPUMA KOLONI
PROVINSIE OOS-KAAP


**Provincial Gazette
Igazethi Yephondo
Provinsiale Koerant**

Vol. 16

BISHO/
KING WILLIAM'S TOWN, 27 FEBRUARY 2009

No. 2042
(Extraordinary)

We all have the power to prevent AIDS



Prevention is the cure

**AIDS
HELPLINE**

0800 012 322

DEPARTMENT OF HEALTH

N.B. The Government Printing Works will not be held responsible for the quality of "Hard Copies" or "Electronic Files" submitted for publication purposes

**PART 4 OF 4
ZULU**



02042

9771682455006

No. 23

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YONCEDO LOMTHETHO
KUBASEBENZI**

UYILO LOKUQALA (1)

IMITHETHO KAMASIPALA YONCEDO LOMTHETHO KUBASEBENZI

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loRhulumente waseKhaya: uMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), lifundwa necandelo lama-162 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (Umthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yoNcedo loMthetho wabaSebenzi: kaMasipala waseMbizana, evunywe liBhunga likaMasipala.

Icandelo	I-indeksi
1	Iingcaciso
2	Imiqathango yoncedo lomthetho
3	Isihloko esifutshane nokuqala kwawo

Iingcaciso

1. Kule miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba into ayihambelani nomxholo –

“**IBhunga likaMasipala**” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elasekwa ngokwecandelo le-12 loMthetho wamaCandelo kaMasipala: wooRhulumente baseKhaya, ka-1998 (uMthetho we-117 ka-1998), ohlaziyiweyo;

“**UMasipala**” uthetha uMasipala waseMbizana.

Imiqathango yoncedo lomthetho

2. Ngalo lonke ixesha -

- (a) kukho nawuphi na umthetho ojoliswe kulo naliphi na igosa okanye umsebenzi kamasipala, owenza umsebenzi wakhe osesikweni;
- (b) elo gosa okanye loo msebenzi ubekwa ityala ngawo nawuphi na umba okanye into ayenze okanye angayenzanga xa esenza umsebenzi wakhe osesikweni;
- (c) elo gosa okanye loo msebenzi ethe wamazisa ngokubhaliweyo uMasipala, ngoko nangoko, ngetho yokuba kukho elo tyala abekwa lona waze wagqithisa zonke iinkcukacha ezinokufuneka; yaye
- (d) noMasipala ugqibe ukuba, ngokokubona kwakhe, elo gosa okanye loo msebenzi wenze into efanelekileyo ngokwenza loo msebenzi usesikweni uchaphazelekayo.

uMasipala unokuthi, ngokuxhomekeke kwezo meko azibona zifanelekile ukuba azenze, agunyazise ukhuselo lwelo gosa okanye loo msebenzi ngeendleko zikaMasipala.

Isihloko esifutshane nokuqala kwawo

3. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yoNcedo loMthetho kuBasebenzi yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla obekwe nguMasipala.

No. 24

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIPALA YAMAXABISO EENKONZO

UYILO LOKUQALA (1)

IMITHETHO KAMASIPALA YAMAXABISO EENKONZO

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loRhulumente waseKhaya: uMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), lifundwa necandelo lama-162 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (Umthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yamaXabiso eeNkonzo: kaMasipala waseMbizana, evunywe liBhunga likaMasipala.

1. IiNgcaciso

Kule miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba into ayingeni kuloo mxholo:

“iBhunga” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana yaye liquka uSodolophu, amalungu esiGqeba sezoPolitiko, amaQela ezoPolitiko, uMphathi kaMasipala nabo nabanye abasebenzi abanamagunya amiselweyo ngokwecandelo lama-59 loRhulumente waseKhaya: uMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala (uMthetho wama-32 ka-2000);

“iindleko eziza kubuyiswa” zithetha iindleko zokuthenga, iindleko zokutshintsha imveliso eza kuhanjiswa, iindleko ezingundoqo;

“abasebenzisi basekhaya” kule meko yeenkonzo zombane, baquka izindlu zabantu abazihlalelayo, iiflethi ekuhlalwa kuzo, iihostele ukuba zinemitha eyahlukileyo;

“abasebenzisi bombane omninzi” kule meko yeenkonzo zombane, ababaquki abasebenzisi basekhaya yaye babhekisa kuye nawuphi na umsebenzisi oneemfuno zombane ezingaphezu kwe-100KVA ngenyanga, ngethuba eliqhubekayo leenyanga ezili-12;

“abasebenzisi bombane abarhwebayo nabasebenzisi gabalala” ngokwale meko yenkonzo yombane, babekela bucala abasebenzisi basekhaya baze babhekise kubo nabaphi na abasebenzi abanezona mfuno zombane zinkulu zingaphantsi kwe-100 KVA ngenyanga, ngethuba leenyanga ezili-12.

“unikezelo lwangexesha ongasetyenziswa kakhulu ngalo umbane” luthetha ukuba lunikezelo lombane lwabasebenzisi bombane omninzi abalucele ngokubhaliweyo ukuba lufumaneka ngeeyure ongasetyenziswa kakhulu ngazo umbane okanye olunikezelwa kweyona mfuneko yombane iphezulu yeBhunga, nokuba yeyiphi ke engamandla;

“abasebenzisi bombane bethutyana” baquka abakhi, izinto zokudlala ezihambahambayo, iinkonzo zokonwabisa zakhe nawuphi na umsebenzisi wombane ongowethutyana.

2. UkuXatyiswa kweNkonzo ezilandwayo

- 1) IBhunga liya kutsala iindleko zokuziswa kweenkonzo.

- 2) Elo xabiso litsalwayo liya kubuyisa iindleko zokwenza ezi nkonzo zilandelayo:
- (a) Umbane
 - (b) Ukuthuthwa kwenkukuma
 - (c) Ugutyulo lwelindle, kunye
 - (d) Namanzi

3. Intsalela efunyenweyo

- 1) IBhunga linokufumana iintsalela kwezi nkonzo zilandelayo:
- (a) Umbane namanzi
 - (b) Ugutyulo lwelindle kunye nokuThuthwa kweNkukuma:

4. Iinkonzo ezikwaxhaswa ngezimali nayirhafu yendlu

- (1) IBhunga linokubiza imali yeenkonzo qho, ngelizama ukubuyisa iindleko zokwenza ezi nkonzo zilandelayo:
- (a) Amathala eencwadi
 - (b) Imihlaba yamangcwaba
 - (c) Amathala oLondolozo lweNdalo
 - (d) IiNdawo zokuZonwabisa
 - (e) IiNkonzo zoMlilo
 - (f) IiNkonzo zoLwazi
 - (g) Iinkonzo zokuhlambulula/zokucoca ngaphakathi
 - (h) Ezinye iinkonzo ekufuneka ezinikezele
- (2) IBhunga linokuguqula iintlawulo zeenkonzo qho ngonyaka.

5. Iinkonzo zombane

- (1) IBhunga linokuthi ngesigqibo elisithathileyo, linike iyunithi ezithile zombane simahla kumakhaya angathathi ntweni ngokwepolisi yokuhleleleka yeBhunga.
- (2) IBhunga linokubiza ezi ntlawulo zeenkonzo zilandelayo:
- (a) Intlawulo engundoqo eyahlulahlulelwa abasebenzisi abohlukeneyo;
 - (b) Iintlawulo zokufumaneka kombane ezisekelwe kwindlela osetyenziswa ngayo umbane, uhlobo lwesitandi nobume babasebenzisi.

- (c) Iinkonzo zokusetyenziswa kombane ngokwe-KWH;
 - i. AbaSebenzisi baseKhaya
 - ii. Abasebenzisi boRhwebo nabasebenzisi Gabalala
 - iii. Abasebenzisi bombane omninzi
 - iv. Abasebenzisi bethutyana
 - v. Abasebenzisi bombane omninzi abakhethiweyo
 - (d) Iintlawulo zokusetyenziswa kombane (ngokweemfuno ze-KVA):
 - i. Abasebenzisi bombane omninzi
 - ii. Amaxesha ongasetyenziswa kakhulu ngawo umbane
 - iii. Abasebenzisi bombane omninzi abakhethiweyo
 - (e) Iintlawulo ezizodwa:
 - i. Uvavanyo lwemitha
 - ii. Ufundo olulodwa
 - iii. Iindleko zoqhagamshelo lombane
 - (f) I-VAT ayifakwanga kula maxabiso eenkonzo yaye kufuneka ifakwe ize itsalwe.
- 3) IBhunga linokuwehlisa amaxabiso eenkonzo ezinikwa amashishini ngokuhambelana nepolisi yeNER (uMlawuli woMbane kaZwelonke) neendlela zokubuyekeza zeBhunga.
- 4) Lonke unikezelo lombane kufuneka lubalwe ngemitha.

Ukuthuthwa kwenkukuma

- 1) IBhunga linokuthi ngokwesigqibo elisithathileyo, lixhase inxenye enkulu yemali yokuthuthwa kwenkukuma yamakhaya ahlelelekileyo njengoko kucacisiwe kwipolisi yokuhleleleka.
- 2) IBhunga linokubiza le miyinge yamaxabiso ilandelayo:
- (a) Ukuthuthwa kwenkukuma ukusuka kwiindawo zokuhlala zabucala, izibhedlele, iicawa, iihostele, amaqumrhu ezemidlalo, amaziko eembedlenge: kanye ngeveki ngomgqomo.
 - (b) Ibhloko yeeflethi: ngokweflethi
 - (c) Ukuthuthwa kususwa kwiindawo zoshishino, iiofisi, iindawo zorhwebo namaziko karhulumente: ngokomgqomo –

- i. Kathathu ngeveki
 - ii. Kahlanu ngeveki
- (d) Inkukuma ebutyaziweyo: ngokothutho ngalunye –
- i. Nge-0.084 m³
 - ii. Ngomgqomo omkhulu de ube yi-m³
- (e) Ngokomgqomo omkhulu onzima:
- i. umthamo oyi-1,1 m³
 - ii. umthamo oyi-5,5 m³
 - iii. umthamo oyi-4 m³
 - iv. umthamo oziilitha ezingama-750
 - v. umthamo oziilitha ezingama-600
 - vi. umthamo oyi-1,75 m³
- (f) Inkukuma yezonyango: ngokothutho.
- (g) Ukurentisa ngemigqomo emikhulu enzima.
- (h) Iinkonzo zamatanki ahambisa igesi okanye umoya:
- i. Uthutho olulodwa
 - ii. Inkukuma yasegadini
 - iii. Imvuthuluka yesakhiwo esichithwayo okanye inkukuma eninzi.
- (i) Ukususwa kwezilwanyana ezifileyo.
- (j) Ukucocwa kweendawo ezinengca ende, ukhula nenkukuma eyandayo.
- (k) Ukunikwa kweenkonzo zokucoca ezingaphandle kwedolophu.
- (l) Ukuthengiswa kweplastikhi.
- (m) Zonke ezinye iinkonzo ezingalungiselelwanga kulo Mthetho kaMasipala.
- (n) IVAT ayiqukwanga yaye kufuneka ifakwe ize itsalwe.

6. Ukucocwa gabalala/Isureji

- 1) IBhunga linokuthi, emva kokuba lifikelele esigqibeni, linike inxenye yoncedo-mali kwabo bahlelekileyo njengoko kucacisiwe kwiPolisi yohleleko.

- 2) IBhunga liya kusebenzisa umthetho-siseko wokulingana kule nkonzo.
- 3) IBhunga linokubiza ezi ntlawulo zeenkonziso zilandelayo:
 - (a) Intlawulo yokufaka isicelo (izicwangciso zezakhiwo).
 - (b) Iindleko zosetyenziso (iindleko zokwenziwa komsebenzi) ngokokwahluka kwabasebenzisi.
 - (c) Iindleko zokufumaneka:
 - i. Ngokuxhomekeke kubungakanani bomhlaba
 - (d) Iindleko zomsebenzi:
 - i. Ukuvulwa kweendawo ezivingciweyo
 - ii. Ukungcinywa kweendawo ebezivuliwe
 - iii. Ukususwa kwezinto ezixabileyo
 - iv. Ukujikwa kweendlela zemijelo
 - v. Uqhagamshelo kumjelo wamanzi amdaka ophantsi komhlaba.
- 4) IVAT ayifakwanga yaye kufuneka ifakwe ize itsalwe.

7. Inkonzo zamanzi

- 1) Ii-6 kl (iikhilowati ezintandathu) zinikwa ngaphandle kwentlawulo kuwo onke amakhaya.
- 2) IBhunga linokubiza la maxabiso eenkonzo alandelayo:
 - (a) Iindleko zokufumaneka
 - (b) Iindleko zosetyenziso
 - i. Unikezelo olubalwe ngemitha
 - (aa) Umlinganiselo oququkayo uya kusetyenziswa kubo bonke abasebenzisi basemakhaya yaye uya kuba ngolu hlobo:
 - 0 – 6 Kl
 - 7 – 10 Kl
 - 11 – 40 Kl
 - Ngaphezu kwee-40 kl

(bb) Ngokothintelo lokusetyenziswa kakhulu kwamanzi, kunokubizwa ixabiso leenkonziso ngokwalo mlinganiselo uguquguqukayo ulandelayo:

- 0 – 6 KI
- 7 – 10 KI
- 11 – 40 KI
- 41 – 100 KI
- Ngaphezu kwee-100 KI

(c) Unikezelo olubalwa ngemitha

i. Ngokothintelo lokusetyenziswa kakhulu kwamanzi, umlinganiselo uguquguqukayo uya kufana nalowo ucaciswe kwicandelo 8.2.2.1.2.

(d) Unikezelo olubalwa ngemitha: Amashishini nemizi-mveliso

i. IBhunga linokubiza ixabiso leenkonziso elifanayo ngokwe-KI kumashishini nemizi-mveliso.

(e) Iimali zokuqhagamshelwa kolona qhagamshelo lungundoqo.

(f) Iimali zokuqhagamshelwa kunikezelo lwamanzi.

(g) Iintlawulo zeenkonziso ngeenkonziso:

- i. Ukuvavanywa kweemitha
- ii. Ufundo lwemitha olulodwa
- iii. Nayiphi na enye inkonziso engaxelwanga

(h) Ukuzaliswa kweepuli zokudada.

(i) IVAT ayifakwanga yaye kufuneka ifakwe ize itsalwe.

8. Irhafu yezinto onazo

- 1) Irhafu yezinto onazo etsalwa kwizinto ngezinto ibizwa ngokwahlukileyo uluhlu lokuxabiseka kwento nganye.
- 2) IBhunga liya kwenza uluhlu lokuxabiseka kwezinto lwendawo yonke ukuze yonke loo ndawo ihlawuliswe ngokufanayo.
- 3) IBhunga linokuvumela izaphulelo kwezi ntlelo zilandelayo:

- (a) Abantu abadla umhlala phantsi abafumana umhlalaphantsi kurhulumente okanye abaromhlalaphantsi wabo olingana okanye ongaphantsi kulowo kurhulumente umhlalaphantsi;
- (b) Isibonelelo esiNcedisayo sokubhalisa imibutho yentlalontle ebhalisiweyo, imibutho yentlalontle eyenza umsebenzi wenceba, amaziko amatshantliziyo, amabala emidlalo yabasakhasayo, iziKawuthi zamaKhwenkwe okanye imibutho efana naleyo kunye namaziko avumelekileyo kuMthetho wamaZiko eNkcubeko, ka-1969.
- (c) Ezi ntlelo kuthethwe ngazo ku-(a) no-(b) ziya kufaka izicelo zezaphulelo, aziyi kusuka zifaneleke ukuba zizifumane nje ngokuzenzekelayo.

10. Izenzo zolwaphulo-mthetho nezohlwayo

Nawuphi na umntu –

- (i) owenza okungahambelaniyo nale migaqo okanye ongayilandeliyo le migaqo yale miThetho kaMasipala;
- (j) ongasilandeliyo nasiphi na isaziso esikhutshwe ngokwale miThetho kaMasipala;
- (k) ongawulandeliyo nawuphi na umyalelo osemthethweni onikwa ngokwale miThetho kaMasipala; okanye
- (l) othintela okanye olibazisa naliphi na igosa eligunyazisiweyo ekwenzeni umsebenzi walo phantsi kwale miThetho kaMasipala,

Unetyala lolwaphulo-mthetho yaye ujongene nokugwetywa isigwebo okanye ukuba akakwazi kusihlawula avelwe entolongweni.

11. Ukucinywa komthetho

(1) Nayiphi imiThetho kaMasipala esebenza kwindawo elawulwa nguMsipala ngokubhekiselele kumba okule miThetho kaMasipala, iyacinywa ngenxa yokungqubana kwayo noko kuxelwe kule miThetho kaMasipala.

(2) Ukucinywa kwemiThetho kaMasipala ekhoyo ngoku kuqala ukususela ngomhla wokubhengezwa kwale miThetho kaMasipala.

12. Isihloko esifutshane nokuqala kwawo

(1) Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yamaXabiso eeNkonzo yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye imihla ebekwe liBhunga likaMasipala yaza yapapashwa kwigazethi yephondo.

(2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokuqala kwale mithetho kwiiNdawo ezahlukeneyo.

No. 25

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YOKHATHALELO
LWABAXUMI NOLAWULO LWENGENISO**

UYILO LOKUQALA (1)

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo ye-13 loRhulumente waseKhaya: uMthetho weeNdlala zokwenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yoLawulo loKhathalelo lwabaXumi: uMasipala waseMbizana, nevunywe liBhunga likaMasipala.

IMITHETHO KAMASIPALA YOKHATHALELO LWABAXUMI NOLAWULO LWENGENISO

ISIQULATHO

Icandelo

1. Iingcaciso
2. Ubume bale miThetho kaMasipala

UKWENZIWA NOKUNYANZELISWA KWEMITHETHO KAMASIPALA, KUNYE NOKUTHUNYWA

1. UMphathi kaMasipala njengegosa elinenkathalo;
2. Ukuthunywa

UKUFAKWA KWEZICELO ZONIKEZELO LWEENKONZO ZIKAMASIPALA, IZIVUMELWANO ZEENKONZO, UKUHLUZWA KWAMATYALA, IIDIPHOSITHI, UKUBIZWA KAMAXABISO NGEENKONZO EZINIKIWEYO, UKUHLAWULELWA KWEENKONZO EZINIKIWEYO, KUNYE NOKUPHELISWA KWEZIVUMELWANO ZEENKONZO

3. Ukufakwa kwesicelo seeNkonzo zikaMasipala kunye nezivumelwano zeenkonzo;
4. Ukuhluzwa kwamatyala;
5. Iidiphosithi;
6. Ukubizwa nokuhlawulwa kwamaxabiso eenkonzo ezinikiweyo;
7. Ukupheliswa kwezivumelwano zeenkonzo;

UKUHLAWULELWA KOHLOLO LWEENKONZO

8. Imali efanele ukuhlawulelwa uhlolo lweenkonzo;
9. Ibango lokurentwa kokuhlawulelwa kohlolo lweenkonzo ezisilelayo;
10. Uxanduva lwabaqondisi abaphetheyo kunye namalungu okuhlawulelwa kohlolo lweenkonzo;

UKUNGAHLAWULWA KWEEAKHAWUNTI ZIKAMASIPALA

11. Amalungiselelo eentlawulo;
12. Inzala efakwa kwiiakhawunti zikamasipala ezingahlawulwanga ngexesha lazo;
13. Iindlela zokuqokelelwa kwamatyala;

IZIXHOBO ZOKUBALA NGEMITHA NOKUBALWA KWEENKONZO NGEMITHA

16. Imigaqo ngokubanzi;
17. Izixhobo zokubala ngemitha kunye nokubalwa kosetyenziso;
18. Ukuthengiswa kwakhona kwamanzi nombane;
19. Uncedo kwabahluphekayo;

IMIGAQO EXUTYIWEYO

20. Amagunya eBhunga okunqanda nokucima unikezelo lweenkonzo;
21. Ukuphazamisana neenkonzo, uqhagamshelo noqhagamshelo ngokutsha olungekho mthethweni kunye nokusetyenziswa ngokungafanelekanga;
22. ISatifiketi sokuNgabinyala (iKliyerensi);
23. Iithenda nezibonelelo ezincedisayo;
24. Amagunya okungena nokuphonononga;
25. Ukuphumla ekuhlawuleni amatyala, ukuyekiswa kwentlawulo kunye nokungaphathwa ngokufanayo kwabaxumi;
26. Amagunya eBhunga okubuyisela iindleko ezichithiweyo
27. Ubungqina bokuqala
28. Ukungqiniswa nokulungiswa kweeoda, izaziso kunye namanye amaxwebhu;
29. Ukulahlwa kwamatyala angahlawulekiyo, kunye nokuhlawulwa ngokuzeleyo nokukokokugqibela kweakhawunti;
30. Ilungelo lokubhena;
31. Ukophulwa komthetho;
32. Ukuguquguquka komgaqo;
33. Umgaqo wolondolozo;

Iingcaciso

I. Ngokwale miThetho yooMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into -

“umnini-akhawunti” uthetha nawuphi na umntu ofanele ukufumana iakhawunti yakwamasipala, equka umsebenzisi okanye umbane nokuba ngamanzi aqala ahlawulelwe;

“uMthetho” uthetha uMthetho wokuSebenza kooMasipala: kuRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000);

“umfaki-sicelo” uthetha umntu ofaka isicelo lokunikezelwa ngeenkono zikamasipala;

“ukubizwa kwentlawulo ngeenkono ezinikiweyo” kuthetha ukukhutshwa kweinvoyisi yeakhawunti kamasipala isisiwa kumnini-akhawunti kubekwa ixabiso okanye amaxabiso okuhlawulela kohloko lweenkono, iinkono zeemitha, nezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iintlawulo, amatyala, iirhafu, okanye nawuphi na amanye amaxabiso ahlawulelwa uxanduva lomsebenzisi okanye isinyanzelo;

“INtloko yeSebe: Umbane” ithetha umntu okwisihlalo sokuba **“yiNtloko yeSebe loMbane”** nokuba ngokusisigxina na okanye ebambeleyo phantsi kweBhunga, okanye naliphi na igosa eligunyaziswe yiNtloko yeSebe: IziXhobo ezikhulu (i-infrastraktsha);

“iBhunga” lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana okanye nawuphi na umnikonkono weBhunga;

“ulawulo lwetyala” luthetha yonke imisebenzi ebhekiselele ekuqokelelweni kwengeniso;

“umsebenzisi” uthetha umntu ohlala kuyo nayiphi na indawo esisakhiwo apho iBhunga livumileyo ukunikezela iinkono okanye elinikezela ngesivumelwano seenkono zikamasipala kuyo lisebenzisana neBhunga kunikezelo ngeenkono zikamasipala kuloo ndawo, okanye, ukuba akakho umntu onjalo, umnini waloo ndawo;

“ulawulo lwabaxumi” luthetha ukujolisa kwiimfuno zomnini-akhawunti ngendlela encedayo nesebenza ngoko nangoko ukwenzela ukukhuthaza ukuhlawulwa, ngokwenza njalo kuncitshiswa imfuneko yokunyanzeliswa;

“iziko leenkono zabaxumbi” lithetha likwasebenza njenge-:

- (a) ofisi apho umfaki-sicelo angafaka isicelo seenkono aze angene kwisivumelwano neBhunga;
- (b) ofisi apho umnini-akhawunti anokuhlawula iakhawunti okanye ahlawulele iinkono eziqala zihlawulelwe;

- (c) –ndawo yokuhlaza amatyala apho uhlolo lwetyala lomfaki-sicelo lungenziwa khona; okanye

“umhla wokugqibela” uthetha usuku olubekiweyo kwiakhawunti kamasipala ekhutshwa kwiofisi zegosa elithile ngeentlawulo ezimele ukuhlawulwa nolulolona suku lokugqibela luvumelekileyo lokuhlawulwa kwezo ntlawulo;

“inzala” ithetha ixabiso elibalwe ngokomyinge obekwe liBhunga kwiiakhawunti zikamasipala ezisemva ngentlawulo;

“iakhawunti kamasipala” ithetha iakhawunti esetyenziswayo ethi itsalelwe ixabiso okanye amaxabiso afanele ukuhlawulwa kwiBhunga ngohlolo lweenkonzo, iinkonzo zeemitha, ezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iintlawulo, amatyala, inzala, iirhafu okanye naliphi na elinye ixabiso okanye amaxabiso afanele ukuhlawulwa ngenxa yalo naluphi na olunye uxanduva lomsebenzi okanye isinyanzelo;

“uMphathi kaMasipala” uthetha umntu oqeshwe ngokwecandelo lama-82 loMthetho weNdlela zokwenza zikaMasipala: uRhulumente waseMakhaya, ka-1998 (uMthetho we-117 ka-1998);

“iinkonzo zikamasipala” zithetha olo hlolo lweenkonzo, iinkonzo zeemitha, ezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iintlawulo, amatyala, inzala, iirhafu okanye naliphi na elinye ixabiso okanye amaxabiso afanele ukuhlawulwa ngenxa yalo naluphi na uxanduva olulolunye okanye umsebenzi ongomnye ovela kwiakhawunti kamasipala iBhunga elifuna intlawulo yayo;

“umhlali” uthetha nawuphi na umntu ohlala kuyo nayiphi na indawo okanye inxenye yayo kungajongwanga ukuba uhlala ngabuni na, yaye ukwaquka:

- (a) nawuphi na umntu ongoyena uhlalayo kuloo ndawo;
- (b) nawuphi na umntu onelungelo elisemthethweni sokuhlala kuloo ndawo;
- (c) imeko apho loo ndawo yahlulwahlulwayo ize irentiswe kwabanye abarenti bethutyana okanye abarenti ngabarenti, loo mntu ekuhlawulwa kuye irenti ngabo barenti bethutyana okanye abarenti nokuba kukwiakhawunti eyeyaloo mntu okanye jengommeli wakhe nawuphi na umntu onelungelo okanye onomdla kulo mba;
- (d) nawuphi na umntu obiza intlawulo okanye ulawulo lwaloo ndawo, yaye ukwaquka ummeli wakhe nawuphi na umntu onjalo xa loo mntu engekho kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika okanye engaziwa ukuba uphi; kunye
- (e) nomnini waloo ndawo;

“igosa” libhekisa kumsebenzi weBhunga okanye nawuphi na omnye umntu ogunyaziswe ngokukodwa liBhunga ukuba enze nasiphi na isenzo okanye umsebenzi, okanye asebenzise naliphi na igunya phantsi kwale miThetho kaMasipala;

“umnini” uthetha –

- (a) umntu ekubhaliswe ngaye itayitile yaloo ndawo;
- (b) kwimeko apho loo mntu kubhaliswe ngaye itayitile angasakwaziyo ukwenza iintlawulo okanye aswelekileyo, okanye ephantsi kwayo nayiphi na imeko yokungakwazi ukwenza izinto ngokusemthethweni, loo mntu ujongene nokuphatha kwanokulawula loo ndawo uthathwa njengomgcini, umlawuli-zimali zomnye umntu, umabi welifa, umphathi, umlawuli ongathathi cala, umthengisi-mpahla yeshishini elitshonileyo okanye omnye ummeli osemthethweni;
- (c) kwimeko apho iBhunga lingakwaziyo ukuqonda ukuba ngubani na umntu onelungelo letayitile esemthethweni, loo mntu ufanele ukufumana inzuzo ngaloo ndawo okanye ngeso sakhiwo;
- (d) kwimeko apho loo ndawo bekubolekiswe ngayo iminyaka engama-30 nangaphezulu, loo mntu urentayo;
- (e) ngokubhekiselele -
 - (i) kwisahlulo somhlaba esicaciswe ngokuzotywa kwiplani yesahlulo sendawo ebhaliswe ngokoMthetho weeTayitile zezaHlulo zeeNdawo, ka-1986 (uMthetho wama-95 ka-1986), yaye ngaphandle kokuvalela oku kungasentla, umphuhlisi okanye iqumrhu lezorhwebo ngokuphathelele neendawo yabantu ngabantu; okanye
 - (i) kwicandelo ngokwendlela elicaciswe ngayo kuloo Mthetho, loo mntu eso sahlulo sibhaliswe ngaye phantsi kwetayitile yomhlaba yesahlulo ukwaquka ummeli onyulwe ngokusemthethweni waloo mntu;
- (f) nawuphi na umntu wasemthethweni, kuquka kodwa kungaphelelanga apho –
 - (i) inkampani ebhaliswe ngokoMthetho weeNkampani, ka-1973 (uMthetho wama-61 ka-1973), iTrust inter vivos, iTrust mortis causa, iShishini loRhwebo oluNgavulelekanga elibhaliswe ngokoMthetho wamaShishini oRhwebo oluNgavulelekanga ka-1984 (uMthetho wama-69 ka-1984), umbutho wokuzenzela ngokuzithandela;

- (ii) naliphi na iSebe likaRhulumente;
 - (ii) naliphi na iBunga okanye iBhodi esekwe phantsi kwawo nawuphi na umthetho osebenzayo kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika; kunye
 - (iii) nayo nalo naliphi na uMzi woZakuzelwano lwamazwe okanye iziko langaphandle; kunye
- (g) nomrenti wesakhiwo sikamasipala oya kuthathwa njengomnini ngeenjongo zokumnika iakhawunti kamasipala;

“umntu” uquka umntu wasemthethweni;

“umxumi okhethiweyo” uthetha umntu onokunikwa imvume eyodwa liBhunga;

“indawo yokuhlala” ithetha nawuphi umhlaba, onemida yangaphandle ephawulwe ngokucacileyo –

- (a) kwiplani eqhelekileyo okanye umzobo obhaliswe ngokoMthetho woHlobo loMhlaba ka-1927 (uMthetho we-9 ka-1927), okanye ngokoMthetho woBhaliso lweeTayitile ka-1937 (uMthetho wama-47 ka-1937), okanye
- (b) iplani yesahlulo ebhalwe ngokoMthetho weeTayitile zeZahlulo, ka-1986 (uMthetho wama-93 ka-1986), ekwindawo elawulwa liBhunga;
- (c) noquka nawuphi na omnye umhlaba okanye nasiphi esinye isahlulo kanye into eyakhiweyo engaphezulu okanye ngaphantsi komhlaba;

“intlawulo ebekiweyo” ithetha intlawulo ebekwe liBhunga.

“ingeniso yamashishini” ithetha zonke iimali efanele ukuhlawulwa iBhunga mali leyo iBhunga linelungelo yokunyanzelisa ukuhlawulwa kwayo, ngokuba sithini na isizathu sobunyani bayo;

“ukuphazamisana” kuthetha nakuphi na ukuphazamisana nonikezelo lweenkonzo lweBhunga, izinto ezivaliweyo kunye nezixhobo zokubala umbane ngemitha yaye “ukuphazamisa” kukwathetha le nto inye;

“into ekujoliswe kuyo” ithetha izinto eziyinyani ekujoliswe kuyo nezinokubekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha; kunye

“umxumi ongathembekanga” uquka umnini-akhawunti, oboniswa ziirekhodi zokuhlawula kwakhe njengongakwaziyo ukuhlawula iakhawunti yakhe yakwamasipala ngomhla ofanelekileyo okanye osilelayo ngokwentlawulo ngenxa kaceba ophazamisana

nesixhobo sokubala umbane ngemitha, izinto ezivaliweyo, okanye unikezelo lweenkonzo zikamasipala.

1. Ubume bale miThetho kaMasipala

UMasipala ujonge

- (a) ukwenza inkqubela kuphuculo lwezentlalo nezoqoqosho zoluntu ngokuhambelana nendalo;
- (b) ukunika iinkonzo ezisisiseko ezifikelekayo kubo bonke abantu bakhe, nangakumbi kwabo bangamahlwempu nabangathathi ntweni, ngokuxhomekeke ekubeni, apho kufanelekileyo, iimali zeenkono, iintlawulo zokuhlolwa, iinkonzo zemitha, ezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iintlawulo, izigwebo, inzala, iirhafu okanye enye imali okanye iimali ezihlawulwayo, ezisuka kuyo nayiphi eminye imisebenzi okanye izibophelelo, ziyahlawulelwa;
- (c) ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba okubonakalayo koluntu kwimicimbi kaMasipala, ngakumbi kucwangciso, kunikezelo lweenkonzo nolawulo lwemisebenzi;
- (d) ukunika ukuphatha okufezekileyo, okusebenzayo nokungafihli nto okuhambelana nemithetho-siseko esemthethweni;
- (e) ukuqinisekisa ukuba uMasipala uyakwazi ukuzimela ngokwezimali nezoqoqosho; kunye
- (f) nokuyila, ubudlelwane obuhle nangakumbi phakathi kukaMasipala noluntu ngokuqonda nokwenza amalungelo nemisebenzi ebanaleyo, yaye le miThetho kaMasipala yenzelwe ukulawula nokwenza okulandela nokufanelekileyo kulo Mthetho –
 - (i) indlela yokhathalelo nolawulo lwabaxumi ejonge -
 - (aa) ukwakha ubudlelwane obakhayo phakathi kukaMasipala nomnini-akhawunti;
 - (bb) ukuseka iindlela zokuba umnini-akhawunti akwazi ukunika ingxeko kuMasipala malunga nomgangatho weenkono kunye nendlela asebenza ngayo uMasipala;
 - (cc) ukuqinisekisa ukuba kuthathwa amanyathelo afanelekileyo okwazisa umnini-akhawunti ngeendleko ezibandakanyeka ekunikweni kweenkonzo, izizathu zokuhlululwa kweentlawulo

zeenkonzó, kunye nendlela esetyenziswa ngayo imali efumaneke kwezo nkonzó zenziweyo;

- (dd) ukuqinisekisa, apho ukusetyenziswa kweenkonzó kulinganiswe khona, ngokuba kuthathwa amanyathelo afanelekileyo ukulinganisa ubungakanani bokusetyenziswa kweenkonzó ngabanini-akhawunti kusetyenziswa iindlela zokubala ngemitha ezichanekileyo nezithembekileyo;
- (ee) ukuqinisekisa ukuba umnini-akhawunti ufumana iiakhawunti ezichanekileyo qho ezibonisa indlela ebalwa ngayo imali ekufuneka eyihlawule.
- (ff) ukunika indlela efikelekayo kumnini-akhawunti ukuba abuze aqinisekise ngeakhawunti kamasipala kunye nosetyenziso olubalwe ngemitha kwakunye neendlela zokufaka izikhalazo, zinto ezo zenza ukuba umnini-akhawunti akwazi ukufumana ukulungiswa okukhawulezileyo kweeakhawunti ezingachanekanga.
- (gg) ukunika iindlela ezifikelekayo zokujongana nezikhalazo zomnini-akhawunti, ngokunjalo neempendulo kwanezenzo zokulungisa ezikhawulezileyo ezenziwa nguMasipala, kunye nokunika iindlela zokuhlola ithuba lokuphendula nokufaneleka okanye ukwanela kwezenzo zikamasipala;
- (hh) ukunika iindawo ezifikeleleka lula zokuhlawula kunye nezinye iindlela zokulungisa iakhawunti okanye zokuqala uhlawulele iinkonzó; kunye
- (ii) neendlela zokulawulwa kwamatyala kunye nokuqokelelwa kwamatyala angahlawulwayo kunye neendlela ezijonge ekuqinisekiseni ukuba yonke imali efanele ukuhlawulwa kuMasipala, nokuba yeyantoni na, iyaqokelelwa, ngokwalo Mthetho kunye neminye imithetho.

UKUSETYENZISWA NOKULANDELWA KWEMITHETHO KAMASIPALA, KUNYE NOKWAHLULELANA NGEMISEBENZI

2. UMphathi kaMasipala igosa elinoxanduva

UMphathi kaMasipala –

- (a) uphendula kuSodolophu ngokusetyenziswa nokulandelwa kwemigaqo ekule miThetho kaMasipala;

- (b) kufuneka, kuba efuna ukufezekisa u-(a) athathe amanyathelo afanelekileyo okusetyenziswa nokulandelwa kwemigaqo ekule miThetho kaMasipala;
- (c) uphendula kuSodolophu ngomgangatho womsebenzi ekujoliswe kuwo ekuvunyelwene ngawo njengoko uvunywe liBhunga kunye noSodolophu, yaye ngenxa yale njongo kufuneka –
 - (i) amaxesha ngamaxesha, anike ingxelo kuSodolophu ngemiba ephathelele kule miThetho kaMasipala, kuquka kodwa kungaphelelanga -
 - (aa) ekuphumeleleni kweendlela zokuphatha, izixhobo, iinkqubo neendlela zokuqokelela imali efanele ukuhlawulwa kuMasipala;
 - (bb) iinkcukacha zemali efanele ukuhlawulwa, kuquka nenani labanini-akhawunti, ukunyuka kwengeniso, imali engenayo nephumayo, nolawulo lwabaxumi;
 - (cc) amanqanaba okwaneliseka kwabanini-akhawunti ngokubhekiselele kwiinkonzo ezinikwayo; kunye
 - (dd) ukuba isebenza njani na inkonzo yabahluphekayo; kunye
 - (ii) nokumana ehlangana namaGosa kaMasipala, amathuba amaninzi, ngenjongo zokunika iziphakamiso ezidibeneyo eziya kuSodolophu malunga nepolisi;
 - (iii) apho kuyimfuneko, acebise amanyathelo kuSodolophu, ngenjongo yokuphucula ukusebenza kweendlela, iinkqubo kunye neendlela ezilandelwayo kulawulo lwamatyala neendlela zokuqokelela amatyala;
 - (iv) apho kuyimfuneko, acebise uSodolophu malunga nezinto emazenziwe kunye nolungiso olufunekayo ukuze kulungiswe iimposiso;
 - (v) aseke iindlela zonxibelelwano olusebenzayo phakathi kweBhunga nabanini-akhawunti ngenjongo yokugcina abanini-akhawunti benolwazi ngazo zonke izigqibo zeBhunga ezinokuchaphazela abanini-akhawunti;
 - (vi) aqaphele, achonge, aze angene kwizivumelwano namashishini, amaziko, imibutho, amaziko emibutho engajonge nzuzo afanelekileyo ukuze asebenze njengabameli okanye iiarhente zale miThetho kaMasipala;

- (vii) adlulisela ulwazi kubanini-akhawunti malunga neendleko ezibandakanyeka ekunikweni kweenkonzo, izizathu zokuhlululwa kweemali zeenkono, kunye nendlela ezisetyenziswa ngazo iimali eziqokelelwe kwiinkono ezisetyenzisiweyo, yaye unokuthi apho kuyimfuneko, asebenzise iinkono zamajelo asekuhlaleni ukugqithisa olo lwazi;
- (viii) akhawulezise ukuphendulwa kwezikhalazo okanye imibuzo efunyenwe kumnini-akhawunti yaye kufuneka aqinisekise ukuba umnini-akhawunti ufumana impendulo ngexesha elibekwe liBhunga yaye kufuneka alandelele ixesha lempendulo kunye nempumelelo yoku;
- (ix) ahambelane neenkqubela kwitekhnoloji ne-elektronikhi, azame ukufumana ulwazi ngezinto ze-elektronikhi kunye nezixhobo zokuhlululwa abanokusebenzisa abanini-akhawunti;
- (x) akhuthaze ekvanyamezela abanini-akhawunti bakhe, apho kuyimfuneko, ekuhlululeni kwabo amatyala eekhawunti zabo ngokwale miThetho kaMasipala; yaye
- (xi) athi ngemvume yomnini-akhawunti, angene kwisivumelwano nomqeshi womnini-akhawunti ukuze atsale emvuzweni womnini-akhawunti –
 - (aa) nayiphi imali engekahlululwa ekuvunyelwene ngayo; kunye
 - (bb) naso nasiphi isixa esitsalwa ngenyanga ekuvunyelwene ngaso, yaye nabaqeshi bazivume nezo zivumelwano.

3. Ukuthunywa

IBhunga kufuneka, ngokwemigaqo yecandelo lama-59, 60, 61, 63, 64 nelama-65 loMthetho, libe nendlela yokuthunywa kwabantu –

- (a) eya kwandisa ukuphumelela kokuphatha nokwenza imisebenzi; kunye
- (b) nokunika inkono yokujonga okwaneleyo kunye neemali eziseleyo ukuqiniseka ukuba ulawulo lwezimali olufanelekileyo luyenziwa.

UKUFAKWA KWEZICELO ZONIKEZELO LWEENKONZO ZIKAMASIPALA, IZIVUMELWANO ZEENKONZO, IIDIPHOSITHI, UKUHLUZWA KWAMATYALA, UKUHLAWULELWA KWEENKONZO EZINIKIWEYO KUNYE NOKUBIZWA KWAMAXABISO NGEENKONZO EZINIKIWEYO

5. Ukufakwa kwezicelo zokunikwa iinkonzo zikaMasipala kunye nezivumelwano zeenkonz

- (1) Nasiphi na isicelo sokunikwa kwazo naziphi iinkonzo kuyo nayiphi indawo kufuneka ubuncinane senziwe ngosuku olunye lomsebenzi phambi kokuba loo nkonzo ifuneka loo nto isenziwa ngefomathi ebekiweyo yaye kulandelwe imiqathango ebekwe nguMphathi kaMasipala okanye igosa alonyulileyo amaxesha ngamaxesha.
- (2) Emva kokuqala kokusebenza kwale miThetho kaMasipala yaye ngokuhambelana necandelo lama-32 ngumnini wendawo okanye ummeli wakhe ogunyaziselwe ukuba athethe egameni lakhe kuphela onokufaka isicelo sokuba kunikezelwe iinkonzo zikamasipala endaweni ethile.
- (3) Akukho zinkonzo ziya kunikezelwa ngaphandle kokuba okanye de isicelo sibe senziwe ngumnini wendawo yaye kungenwe nakwisivumelwano senkonzo neBhunga ngefomathi kwahlawulwa nediphosithi njengoko kubekiwe kwicandelo lesi-7.
- (4) Isicelo sonikezelo lwethuba elingaphantsi kweenyanga ezintandathu sithathwa njengesicelo sonikezelo lwethutyana.

6. Iidiphosithi

- (1) Sakuba sivunyiwe isicelo naphambi kokuba inkonzo leyo yenziwe ifumaneka, iBhunga lingafuna umfaki wesicelo ukuba –
 - (a) adiphosithe imali yeenkonzo zikaMasipala kwiBhunga;
 - (b) anike naluphi uhlobo lwesibambiso; okanye
 - (c) avume iinkonzo ezizodwa ngokubhekiselele kwintlawulo yeakhawunti kamasipala, kunye neemali ezidiphosithelwe iBhunga ziya kuthathwa njengesibambiso kunye nemali eyinkunzi.
- (2) UMphathi kaMasipala okanye igosa alonyulileyo linelungelo lokuthi amaxesha ngamaxesha lihlole isixa semali esidiphosithiweyo okanye isixa esongezelelweyo sesibambiso esifunekayo.
- (3) UMphathi kaMasipala okanye igosa alonyulileyo linokuthi, ngokwabaxumi abakhethekileyo libone ukuphumla ekuhlawuleni

njengomqathango ngokubhekiselele kwiidiphozithi njengoko kubekiwe kwimimiselo 7(1) no-7(2) apha ngasentla.

- (4) Ekuyekweni kokunikezelwa kweenkonzo, imali yaloo diphozithi, kutsalwe nemali ebifanele ukuhlawulwa kwiBhunga, kufuneka ibuyiselwe kumnini-akhawunti.

7. Ukubizwa kwentlawulo nentlawulo yeenkonzo ezinikiweyo

- (1) Umnini-akhawunti makahlawule zonke iimali ezifanele ukuhlawulwa iBhunga njengoko zibonakala kwiakhawunti kaMasipala, yaye luxanduva lomnini-akhawunti ukuqinisekisa ukuba loo akhawunti ichanekile.
- (2) Umnini-akhawunti kufuneka ahlawulele iinkonzo zemitha, ukuhlawulelwa kohlo lweenkonzo, ezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iimali, inzala, iirhafu okanye naluphi olunye uxanduva ukususela kumhla wokuqala kweentlawulo zikamasipala kude kufumaneke uyekiso lweenkonzo olubhaliweyo.
- (3) Umnini-akhawunti –
- (a) unenombolo yeakhawunti enye yaye uya kunikwa iakhawunti enye, nebonisa umhla wokugqibela wokuhlawulwa kwemali ayityalayo; yaye
- (b) loo mali yeenkonzo ezinikiweyo iya kuba kwimijikelo yexesha elimalunga neentsuku ezingama-30;
- (4) Intlawulo mayifumaneke ngomhla okanye phambi komhla wokugqibela ekupheleni kwexesha lomsebenzi.
- (5) Intlawulo eyenziwe ngomnini-nkonzo okhethwe liBhunga ukuba afumane iintlawulo egameni lalo, kufuneka yenziwe ubuncinane iintsuku ezimbini zomsebenzi phambi komhla wokuphelelwa kwayo ukwenzela ukuba ikwazi ukulandela amanyathelo afanelekileyo, yaye kuya kubakho inzala efakwayo xa iBhunga liyifumene intlawulo emva komhla wokugqibela.
- (6) Apho umnini-akhawunti ahlawulela iakhawunti kumnini-nkonzo kwiintsuku ezimbini nangaphezulu phambi komhla wokugqibela aze loo mnini-nkonzo angaliniki iBhunga ezo nkukacha zentlawulo, loo mnini-nkonzo unokuthathwa njengonoxanduva lokuhlawula ezo ndleko ziye zongezwa liBhunga ngelizama ukubuyisa imali esilelayo yomnini-akhawunti, ngokunjalo neendleko zenzala.
- (7) IBhunga linokuqikelela ubungakanani beenkonzo ezibalwa ngemitha ezinikezelweyo ngokwethuba okanye amathuba aphakathi kwezithuba

zokufundwa kwemitha okulandelelanayo, yaye linokunika umnini-akhawunti iakhawunti ngokobungakanani beenkonzo eziqikelelwa ukuba zibalwe ngemitha.

- (8) Ukuba umnini-akhawunti akoneliseki yiakhawunti ayinikwayo malunga neenkonzo ezinikezelwe liBhunga, loo mnini-akhawunti unokuthi phambi komhla wokugqibela awunikiweyo, afake ukuphikisana naloo akhawunti okubhaliweyo, ebeka izizathu zoko kungoneliseki kwakhe.
- (9) Xa kunokubakho nayiphi na ingxwabangxwaba malunga nemali umnini-akhawunti ekufuneka eyihlawule, yaye ngokuhambelana nemigaqo ekwicandelo le-102 lalo Mthetho, umnini-akhawunti, ngaphandle kobukho baloo ngxwabangxwaba, aqhube nokuhlawulwa kweentlawulo kwesiqhelo ngosuku lwazo logugqibela ngokusekwe kubalo lweakhawunti kamasipala ephakathi yeenyanga ezintathu ezigqithileyo zaphambi kokuvela koko kungavisisani yaye kufuneka kuthathelwe ingqalelo nenzala kwakunye nokuhlaziywa kwamaxabiso eenkonzo liBhunga kwaminyaka le.
- (10) Impazamo okanye ukushiyelela kuyo nayiphi na iakhawunti okanye ukungaphumeleli ukunika iakhawunti akumkhululi umnini-akhawunti kuxanduva lwakhe lokuhlawula ngosuku lokugqibela.
- (11) Ukuba umnini-akhawunti usebenzisa amanzi okanye umbane ngokohlelo losetyenziso olungelulo olo lunikwa liBhunga aze angahlawuliselwa lo mbane ngokokuwusebenzisa kwakhe, okanye ahlawuliselwe umbane kulo naliphi na izinga elingaphantsi kwelo umnini-akhawunti ubefanele ukuhlawuliswa ngalo, umnini-akhawunti unoxanduva lokuhlawula imali afanele ukuyihlawula kwiBhunga ngokweentlawulo ngokubhekiselele:
 - (a) kubungakanani bombane iNtloko yelo Sebe ecinga ukuba umnini-akhawunti uwusebenzisile nangahlawuliselwanga yona umnini-akhawunti; okanye
 - (b) umahluko phakathi kweendleko zombane osetyenziswe ngumnini-akhawunti ngendlela umnini-akhawunti ahlawuliswa ngayo kunye neendleko zombane ngokwendlela umnini-akhawunti ebekufanele ukuba uhlawuliswe ngayo.
- (12) Umnini-akhawunti akayi kuba nalungelo lakuncitshiselwa mali ekufanele ukuba uyayihlawula ngeenkonzo ezibalwa ngemitha eziye zalahleka ngenxa yokungasebenzi kakuhle kwemitha, nanjengoko kubekiwe kwimiGaqo yeGatya le-17 (8)(c).

(13) **Ibhunga linokuthi –**

- (a) lidibanise naziphi iiakhawunti ezahlukeneyo zomnini-akhawunti ekufanele ukuba azihlawulele kuMasipala; yaye
- (b) linciphise naliphi na ityala lomnini-akhawunti ngayo nayiphi na intlawulo ayenzayo loo mnini-akhawunti.

8. Ukupheliswa kwesivumelwano seenkonzo

- (1) Ukupheliswa kwesivumelwano seenkonzo makwenziwe ngokubhaliweyo ngulowo ufuna unenjongo yokusiphelisa.
- (2) Umnini wendawo unokusiphelisa isivumelwano seenkonzo xa loo ndawo ithengisiwe ngokuthi anike iBhunga inothisi ebhaliweyo engekho ngaphantsi kosuku olunye lokusebenza.
- (3) INTloko yelo Sebe inokuthi, ngenothisi ebhaliweyo engekho ngaphantsi kweentsuku zokusebenza ezilishumi elinesine, icebise umnini-akhawunti ngopheliso lwesivumelwano seenkonzo sonikezelo lweenkonzo zikamasipala ukuba –
 - (a) umnini-akhawunti khange asebenzise mbane kwiinyanga ezintandathu ezidlulileyo, okanye uye wayishiya loo ndawo yaye akakenzi malungiselelo aneleyo okuqhuba neso sivumelwano;
 - (b) umnini-akhawunti uye waphula le mithetho kamasipala waza wangaphumeleli ukulungisa loo nto ayenzileyo ukophula le mithetho; okanye
 - (c) iBhunga alinakuqhuba nokunikezela ngeenkonzo zikamasipala kumnini-akhawunti, ngenxa yemimiselo yamalungiselelo awenziwe nabanye abasemagunyeni abaya kuthi banike umnini-akhawunti lowo iinkonzo zikamasipala.

UKUHLAWULELWA KOHLOLO LWEENKONZO

9. Ixabiso elifanele ukuhlawulelwa uhlolo lweenkonzo

- (1) Abanini bendawo abadibaniseleneyo banoxanduva oludibeneyo lokuhlawulela uhlolo lweenkonzo.
- (2) Ukuhlawulelwa kohlolo kutsalwa qho ngonyaka njengexabiso elinye elihlawulwa kanjalo, okanye kunokulungiselelwa ukuba luhlawulwe qho ngenyanga.

- (3) Ukuhlawulelwa kohlolo lweenkonzo akunakungenziwa kude kugqithe usuku lokugqibela ngesizathu sokungavumelani nokubalwa kwexabiso lendawo leyo okuvela kuBhaliso lwamaXabiso eeNdawo.

10. Ibango lokurentwa kokuhlawulelwa kohlolo lweenkonzo ezisilelayo

IBhunga linokufaka isicelo enkundleni ngayo nayiphi na irenti ebifanele ukuhlawulelwa indawo ezinokubizwa intlawulo ukwenzela ukubuyisa inxenye okanye yonke imali efanele ukuhlawulelwa uhlolo kwithuba elingaphezu kweenyanga ezintathu emva kosuku olubekiweyo.

11. Uxanduva lwabaqondisi abaphetheyo kunye namalungu okuhlawulelwa kohlolo lweenkonzo

Apho inkampani, ishishinana elincinci elenza okuthile (cc.) imali elawulwa liqumrhu (ithrasti) okanye iqumrhu lithi ngokwemiqathango yoMthetho weeTayitile zezaHlulo zeeNdawo, ka-1986 (uMthetho wama-95 ka-1986) inoxanduva lokuhlawula kwiBhunga nawaphi na amaxabiso asilelayo, uxanduva luya kudluliselwa kubaqondisi abaphetheyo kunye namalungu eso shishini ukuba alihlawule ngokudibeneyo elo tyala.

UKUNGAHLAWULELWA KWEENKONZO ZIKAMASIPALA

12. Amalungiselelo eentlawulo

- (1) Xa kunokwenzeka ukuba umnini-akhawunti, phambi kokuba kuthathwe nawaphi na amanyathelo ngokwecandelo le-15, angakwazi ukuhlawula iakhawunti kamasipala ngokuzeleyo, umnini-akhawunti unokuya kwiBhunga ngenjongo yokwenza amalungiselelo ethutyana okuhlawula elo tyala ngokuzeleyo.
- (2) Xa kunokwenzeka ukuba umnini-akhawunti, emva kokuba kuthathwe nawaphi na amanyathelo ngokwecandelo le-15, abe ufumana ubunzima ekuhlawuleni iinkonzo zikamasipala azisebenzisileyo, umnini-akhawunti unokuthetha neBhunga ngenjongo yokwenza amalungiselelo okuhlawula elo tyala yaye umnini-akhawunti kufuneka angene kwisivumelwano esibhaliweyo neBhunga ngelithi uza kulibuyisela iBhunga loo mali isaseleyo nafanele ukuyihlawula phantsi kwemiqathango ayibekelweyo nangaloo ndlela ayibekelweyo ngayo amaxesha ngamaxesha nguMphathi kaMasipala, okanye igosa alinyulileyo.
- (3) Eso sivumelwano sibhaliweyo kufuneka sisayinwe egameni leBhunga ligosa eligunyazisiweyo.
- (4) Kwimeko apho kwenziwe amalungiselelo endlela yokuhlawulwa, iBhunga linokuthi –

- (a) liphonononge idiphozithi;
- (b) lifune umniri-akhawunti ukuba ahlawule ngestophu oda okanye ngedebhithi oda;
- (c) afune ukuba umnini-akhawunti atshintshele kwindlela yokubala umbane ngemitha eqala ihlawulelwe; okanye
- (d) afune naluphi na olunye uhlobo lwesibambiso, kuquka isibambiso esiyimali eyeyomntu ekhutshwa ngumqondisi ongumphathi okanye amalungu enkampani, inkampani encinci ebhaliselwe okuthile, imali elawulwa liqumrhu okanye iqumrhu lenkampani.

13. Inzala efakwa kwiiakhawunti zikamasipala ezingahlawulwanga ngexesha lazo

- (1) IBhunga linokuthi, amaxesha ngamaxesha, ngesigqibo senani elifanelekileyo lamalungu aso, sibize okanye sitsale inzala ngalo naliphi na izinga lenzala ngokubhekiselele kuyo nayiphi imali esilelayo ebifanele ukuhlawulwa kwiBhunga.
 - (a) Ukuhambisa okanye ukuposwa kobizo-mali lokugqibela nokucaciselwa komnini-akhawunti ngemeko yeakhawunti yakhe kunye neziphumo zokungahlawuli okanye ukungasigqibi isivumelwano;
 - (b) Ukwazisa umnini-akhawunti ngomnxeba okanye ngalo naluphi na uhlobo lwe-elektronikhi, esaziswa ngemali ebifanele ukuba sele ihlawulwe kunye nokuqhawulwa okanye uukuncitshiswa kweenkonzo okuza kwenzeka.
 - (c) Ukuqhawulwa okanye uukuncitshiswa kweenkonzo zikamasipala kuloo ndawo kunye nokuziswa kwesaziso sokuqhawulwa okanye uukuncitshiswa kweenkonzo kumnini-akhawunti; okanye
 - (d) Ukutsalela iakhawunti kamasipala yomnini-akhawunti zonke iimali nezohlwayo ezifanelekileyo ngokokuvuma kweBhunga.
- (2) Apho unikezelo olubalwa ngemitha luye lwaqhawulwa okanye lwanokwalelwa okuthile, yaye xa umnini-akhawunti enokuqhuba nokungaphumeleli ukuyihlawula iakhawunti, loo ndawo iya kutyelelwa ngokutsha ngamathuba athile ukuqinisekisa ukuba unikezelo olubalwa ngemitha luhlala luqhawulilwe okanye lunoukuncitshiswa, yaye ukuba

kufumaniseke ukuba unikezelo obeluhawuliwe okanye obelunokuncitshiswa lubuyiselwe –

- (a) IBhunga liya kuba nelungelo lokuthatha naliphi na inyathelo elifanelekileyo ngokwecandelo lama-21 lale miThetho kaMasipala, yaye umnini-akhawunti uya kujongana neemali okanye iintlawulo okanye umonakalo owenzekileyo ohamba nelo nyathelo;
 - (b) IBhunga linokwala ukunika iinkonzo ithuba elibekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha; yaye
 - (c) Kwimeko apho usetyenziso lombane wemitha eqala ihlawulelwe, iBhunga linokuyeka ukuqhubeka nokumthengisela iinkonzo eziqala zihlawulelwe.
- (3) Apho igosa eligunyazisiweyo leBhunga liye latyelela loo ndawo ngenjongo yokuqhawula okanye uukuncitshiswa unikezelo laza laphazanyiswa okanye lanqandwa ukuba lingakwenzi oko kuqhawula okanye ukuvalwa okuthile, imali elingana nemali ebekiweyo yokuphinda kuqhagamshelwe iinkonzo iya kuhlawulelwa utyelelo ngalunye oluyimfuneko nolujonge ekuqhawuleni nasekunciphiseni oko, kodwa amatyeli olo tyelelo akanakuba ngaphezu kwamabini kungakwazi ukuqhawulwa okanye ukuncitshiswa oko.
- (4) IBhunga linokusebenzisa nayiphi na okanye naziphi na kwezi ndlela zilandelayo ukufumana intlawulo epheleleyo yazo naziphi na iimali elingekazihlawulwa:
- (a) Ukunciphisa okanye ukwala ukuthengisela umnini-akhawunti iinkonzo eziqala zihlawulelwe, okanye ukuqhawula nayiphi indlela yokubala ngemitha umbane oqala uhlawulelwe yomnini-akhawunti osasilelayo kwezinye iinkonzo;
 - (b) ukufuna ukuba umnini-akhawunti atshintshele kwenye indlela yokubala ngemitha;
 - (c) ukufaka kwelinye inxenye yayo nayiphi na intlawulo yeenkonzo eziqala zihlawulelwe;
 - (d) ukufaka iinkcukacha zalowo unetyala kwiziko labanamatyala;
 - (e) ukupapasha uluhlu lwabanini-akhawunti abasagqwizizayo ukuhlawula;
 - (f) ukungavumeli ukuhlawulwa kwesibonelelo sokunceda kulandelwa imigaqo ekwicandelo lama-23, ukungavumeli umnini-akhawunti

- ukuba athathe inxaxheba kwinkqubo yemisebenzi ehlawulelwayo yethutyana (iithenda);
- (g) ukubamba intlawulo yeekhontrakthi ukwenzela ukuhlawula ityala likamasipala;
- (h) ukuhlola nokutshintsha imiqathango yesivumelwano seenkonzo;
- (i) ukumangala ngenjongo yokuba kubuyiswe ityala;
- (j) ukubala umnini-akhawunti njengomxumi ongathembekanga;
- (k) ukusebenzisa iinkonzo zeengcali okanye abameli babaqokeleli bamatyala, ukunyanzelisa ukuba ubani atshintshele kwimitha eqala ihlawulelwe ngeendleko zomnini-akhawunti; okanye
- (l) ukusebenzisa ezinye iindlela ezigunyaziswa liBhunga amaxesha ngamaxesha ukwenzela ukufumana iimali ezisilelayo.
- (5) Iindleko zokuqokelelwa kwetyala, apho zingenayo, ziya kufakwa kwiakhawunti yomnini-akhawunti;
- (6) Ilungelo lokwalela, lokunciphisa, lokuqhawula okanye lokuyekisa iinkonzo ngenxa yokungahlawulwa kwazo naziphi na iintlawulo zohlolo lweenkonzo, lweenkonzo ezibalwa ngemitha, okanye ezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iimali, izigwebo, iinzala, iirhafu okanye nayiphi na enye imali okanye iimali ezifanele ukuhlawulwa ngenxa yalo naluphi na uxanduva okanye isinyanzelo yiyo eqalayo ngaphandle kokuba –
- (a) intlawulo leyo yayilungiselelwe inkonzo ethile; okanye
- (b) umntu ongene kwisivumelwano seenkonzo sonikezelo lweenkonzo neBhunga kunye nomnini wendawo ngabantu okanye imibutho eyahlukeneyo, nokuba yeyiphi na.

IZIXHOBHO ZOKUBALA NGEMITHA NOKUBALWA KWEENKONZO NGEMITHA

15. Imigaqo Gabalala

- (1) IBhunga linokuza nezixhobo ezahlukeneyo zokubala umbane ngemitha yaye linokukhuthaza umnini-akhawunti ukuba atshintshele kwindlela, iBhunga elicinga ukuba ingcono xa kukho iinzuzo eliza kuzifumana iBhunga.

- (2) Emva kokuqala kwale miThetho kaMasipala, nalapho kunokwenzeka, kuya kuba ngcono ukuba kufakwe iimitha zombane oqala uhlawulelwe kulo lonke uqhagamshelwano olutsha.

16. Izixhobo zokubala ngemitha kunye nokubalwa kosetyenziso

- (1) IBhunga liya kuthi, ngeendleko zomxumi ezibizwa ngohlobo lwentlawulo ebizwa ngqo okanye ixabiso elibekiweyo okanye ngaloo ndlela igqitywe liBhunga, linike, ifake lize ligcine isixhobo sokubala ngemitha esilungiselelwe ukubala kakuhle kwindawo yokubala ngemitha ukwenzela ukuba sibale iinkonzo ezibalwa ngemitha.
- (2) IBhunga linelungelo lokubala ngemitha unikezelo lwebhloko yeevenkile, iflethi, izindlu ezidibeneyo kunye nezakhiwo ezifana nezo zesakhiwo esipheleleyo, okanye lweyunithi ezimeleyo, okanye uluhlu lweyunithi.
- (3) Apho nasiphi na isakhiwo ekuthethwe ngaso kwicandelwana 17(2) sibalelwa ngemitha xa sisonke –
 - (a) umnini waso unokuthi, ngeendleko zakhe, anike, afake izixhobo zokubala zemitha ekwenye imitha kwivenkile nganye, iflethi nendlu nanye edibene nezinye; okanye
 - (b) uMphathi weYunithi yeShishini ofanelekileyo unokuthi ngeendleko zomnini-akhawunti afune ufakelo lwemitha kwiyunithi nganye yayo nayiphi na indawo ehlala abanye abantu ngenjongo yokujonga ubungakanani beenkonzo ezinikwayo ezibalwa ngemitha kwiyunithi nganye.
- (4) Apho umbane osetyenziswa ngumxumi utsalwa kumaxabiso eenkonzo ezahlukeneyo, usetyenziso luya kubalwa ngemitha ngokwahlukileyo ngentlawulo nganye.
- (5) Apho kufakelwa isixhobo semitha ebala kwenye imitha, kufuneka kunikwe indawo yokuhlala eyahlukileyo kweso sixhobo sokubala ngemitha seBhunga, apho kufanelekileyo.
- (6) Ngaphandle kwakwimeko apho iimitha zeenkonzo eziqala zihlawulelwe, ubungakanani beenkonzo ezibalwe ngemitha ezisetyenziswe ngumxumi ngethuba lako nakuphi ukubalwa ngemitha zikhangelwa ngofundo lwemitha okanye iimitha ezifanelekileyo ezinikwe zafakwa liBhunga ekuqaleni nasekupheleni kwelo thuba lokubalwa ngemitha, ngaphandle kwaxa isixhobo sokubala ngemitha sifunyaniswe ukuba sinengxaki.
- (7) Ngenjongo yokubala ixabiso elifanele ukuhlawulwa nelihlawulelwa ubungakanani beenkonzo ezibalwe ngemitha ezisetyenzisiweyo, kwaeli

xabiso linye leenkonzo ezibalwe ngemitha liya kuthathwa njengelisetyenzisiweyo qho ngethuba leeyure ezingama-24 phakathi kofundo.

- (8) Ezi zinto zilandelayo ziyangena ekuchanekeni kokubalwa ngemitha:
- (a) Imitha iya kuthathwa njengebala ngokuchanekileyo ukuba ukuphazamiseka kwayo, xa ivevanywa ngendlela ebekwe kwicandelwana 17(13), kufunyenwe kungedlulanga kwimida yeempazamo ezibekwe kwiingcaciso zemigangatho esebenzayo;
- (b) UMasipala unelungelo lokuvavanya izixhobo zakhe zokubala iinkonzo ngemitha, yaye ukuba kufumaneka ngovavanyo okanye ngendlela ukuba eso sixhobo sokubala ngemitha sinengxaki, uMasipala uya kuthi ngokwemigaqo yecandelwana 17(6)
- (i) kwimeko yemitha etsala ngetyala, alungise iakhawunti yeenkonzo ezinikiweyo; okanye
- (ii) kwimeko yeemitha eziqala zihlawulelwe:
- (aa) anike iakhawunti apho imitha ibibhalisa ngaphantsi kunokuba kufanelekile; okanye
- (bb) akhuphe iziliphu zeenkonzo ezingahlawulelwayo apho imitha ibibhalisa ngaphezu kokuba kufanelekile; yaye
- (c) umxumi unelungelo lokuba isixhobo sakhe sokubala ngemitha sivavanywe nguMasipala xa ehlawule ixabiso elibekiweyo, yaye ukuba isixhobo sokubala ngemitha sifunyenwe singahambelani nendlela yeemfundo zokuchaneka njengoko kulungiselelwe kwiingcaciso zemigangatho esebenzayo, kuya kwenziwa ulungiso ngokwemigaqo yomhlathi 17(8)(b) kunye necandelwana (17(7) ize ibuyiswe le mali ebeyihlawulile.
- (9) Akukho lutshintsho, kulungiswa, kongezwa okanye uqhagamshelo lwazo naziphi iingcaciso kweli cala libonisa unikezelo kwimitha yokubala iinkonzo ngaphandle kokuba kuvunywe ngokubhaliweyo nguMphathi kaMasipala okanye igosa eligunyazisiweyo okanye iBhunga.
- (10) Phambi kokuba uMasipala enze naluphi ulungiso olunyasayo kwiakhawunti ngokomhlathi 17 (8), uMasipala kufuneka –
- (a) Azise umxumi ngokubhaliweyo malunga nexabiso lokonyuswa okuza kwenziwa kunye nezizathu zako;

- (b) Kweso saziso sinjalo anike iinkcukacha ezaneleyo zokwenza ukuba umxumi afake iziphakamiso zakhe ukuba kukho imfuneko; aze
- (c) Azise umxumi kweso saziso ukuba makamnike izizathu ezibhaliweyo, ukuba zikhona, zingaphelanga iintsuku ezingama-21 okanye elo thuba lide iBhunga linokulifumela, zizathu ezo zizezokuba kutheni iakhawunti ingenakunyuswa ngokwesaziso, yaye xa umxumi engaphumeleli ukunika naziphi na iziphakamiso ngelo thuba kuthethwe ngalo kumhlathi 17 (10) (c) iBhunga liya kuba nelungelo lokunyusa iakhawunti njengoko kwazisiwe kumhlathi 17 (10) (c).
- (11) UMasipala kufuneka ajonge naziphi na iziphakamiso azinikwa ngumxumi ngokwecandelwana 17 (10) yaye kufuneka, ukuba wanelisekile ukuba koko kukwezo ziphakamiso, alungise iakhawunti ngokufanelekileyo.
- (12) Ukuba uMphathi kaMasipala okanye igosa eligunyazisiwe nguye okanye iBhunga, eva kokujonga ezo ziphakamiso zenziwa ngumxumi, ligqiba ekubeni azanelanga ukuba lingatshintsha ixabiso elisekelwe kwicandelwana 17 (15), iBhunga linelungelo lokulungisa loo akhawunti ngokwesaziso somhlathi 17 (10) (a), yaye umxumi unelungelo lokubhena kwisigqibo segosa elo ngokwecandelo 62 loMthetho weeNdlela zokwenza zikaMasipala ka-2000 (uMthetho wesi-3 ka-2000).
- (13) Iimitha zihlolwa ngendlela ecaciswe kwiingcaciso zemigangatho efanelekileyo.
- (14) Apho kwenziwe ulungiso kusetyenziso olubalwe yimitha ngokomhlathi 17 (8)(b) okanye u-17 (8) (c), olo lungiso lusekelwe nokuba kukwimpazamo yomyinge (yepesenteji) wemitha njengoko kuboniswe kuhlolelo ekuthethwe ngalo kwicandelwana 17 (13), okanye emva kokubalwa nguMasipala esebenzisa iinkcukacha zosetyenziso anazo yaye apho kufanelekileyo, kuya kubakho isibonelelo esinikwayo, apho kuyimfuneko, ngamaxesha athile okanye ezinye iindlela ezinokuchaphazela usetyenziso.
- (15) Xa lwenziwe olu lungiso kuthethwa ngalo kwicandelwana 17 (14), olo lungiso alunakuba ngaphezu kwethuba leenyanga ezintandathu phambi komhla esabhaqwa ngawo isixhobo semitha ukuba asichanekanga, kodwa ke ukusebenza kweli candelwana akumqandi umxumi ukuba afake ibango lokuhlawula kakhulu ngalo naliphi na ithuba elide apho umxumi akwaziyo ukunika ubungqina bobango ngendlela eqhelekileyo yomthetho.
- (16) INTloko yeSebe elifanelekileyo inokukhupha kunye nokusetyenziswa kwemitha kwimeko –

- (a) ezizodwa ngokokubona kweNtloko yesebe.
- (17) IBhunga linokuthi ngesaziso -
- (a) linqande okanye linciphise ukusetyenziswa kweenkonzo ezibalwa ngemitha
- (i) ngeenjongo ezixeliweyo okanye ezingaxelwanga;
- (ii) ngethuba leeyure ezichongiweyo zosuku okanye ngeentsuku ezichongiweyo okanye mhlawumbi ngeeyure ezichongiweyo zosuku okanye ngeentsuku ezithile; kunye
- (iii) nangendlela ecacisiweyo okanye engacaciswanga; lize
- (b) linokubeka linyanzelise -
- (i) imida yobungakanani beenkonzo ezibalwa ngemitha ezinokusetyenziswa ngethuba elibekiweyo;
- (ii) iintlawulo ezisisongezelelo kwezo zibekiweyo ngokubhekiselele kunikezelo lweenkonzo ezibalwa ngemitha ezingaphezulu kwezo zibekiweyo ngokomhlathana (i); kunye
- (iii) nentlawulo engakhethe bani engaphantsi kweentlawulo ezibekiweyo zonikezelo lweenkonzo ezibalwa ngemitha; kunye
- (c) linyanzelise ukuncitshiswa okanye ukungavunyelwa kokusetyenziswa okanye kwendlela yokusebenzisa okanye yokubekwa kwesixhobo sombane ngendlela inkonzo ebalwa ngemitha esetyenziswa ngayo, okanye kuqhagamshelo lweso sixhobo sombane.
- (18) IBhunga linokunciphisa ukusetyenziswa kwemigaqo yesaziso esibekwe kwicandelwana 17 (17) kwiindawo nezintlu zabanini-akhawunti ababekiweyo, iindawo nezenzo, yaye linokunika injineli imvume yokutenxa nokungayilandeli, kunye nokubekela bucala nayiphi na imigaqo kwezo meko acinga ukuba zifanelekile.
- (19) Ukuqinisekisa ukulandelwa kwesaziso esipapashwe ngokwecandelwana 17 (17), iNtloko yelo Sebe inokuthatha, okanye ngesaziso esibhaliweyo ifune umnini-akhawunti ngeendleko zakhe ukuba athathe loo manyathelo, kuquka ukufakela izixhobo zokulinganisa ubungakanani kunye nezixhobo

zokunciphisa ukuhamba kweenkonzo ezibalwa ngemitha ngaloo ndlela kufuneka ngayo.

- (20) Ukongenza kumntu ongunobangela wesenzo okanye ukophulwa okanye ukungaphumeleli ekulandeleni imigaqo yesaziso esipapashwe ngokwecandelwana 17 (17) okuye kwenziwa, umnini-akhawunti waloo ndawo iinkonzo zemitha ezinikwayo ezicingelwa ukuba ziye zophula okanye zangaphumeleli ukulandela imigaqo, ngaphandle kokuba kuye kwabonakaliswa ukuba umnini-akhawunti uye wathatha onke amanyathelo afanelekileyo okunqanda oko kophulwa okanye ukungaphumeleli ukulandelwa kwemigaqo ngomnye umntu, kodwa ke into yokuba umnini-nkonzo enike imiyalelo komnye umntu ayiyi kwamkelwa njengobungqina bokuba umnini-akhawunti uthathe onke amanyathelo afanelekileyo.
- (21) imigaqo yeli candela ikwangena nakwiinkonzo ezibalwa ngemitha ezinikwa ngqo liBhunga kumnini-nkonzo ongaphandle kwendawo eliyilawulayo, ngaphandle kwayo nayiphi na into echasene nemiqathango elawula olo nikezelo, ngaphandle kokuba kucacisiwe kwisaziso esipapashwe ngokwecandelwana 17 (17).
- (22) Ukuba eso senzo siyimfuneko engxamisekileyo yokunqanda ukumoshwa kweenkonzo ezibalwa ngemitha, ukungcola okanye isureji, ukoniwa kwendawo, ingozi yobomi, okanye ukungcoliswa kwamanzi, iNtloko yelo Sebe inokuthi -
- (a) ingakhange iqale yazise mntu iqhawule unikezelo lweenkonzo ezibalwa ngemitha kuyo nayiphi na indawo; aze
- (b) angene kuloo ndawo enze loo msebenzi ungxamisekileyo, ngeendleko zomnini-akhawunti, ngaloo ndlela acinga ukuba ifanelekile, aze ngaphezulu abhale isaziso esicela umnini-akhawunti ukuba aqhubeke nomsebenzi lingaphelanga ithuba elithile ngaloo ndlela athi loo Mphathi weCandelo loShishino iyimfuneko.
- (23) Phambi kokuba kubuyiselwe naluphi na unikezelo olubalwa ngemitha oluqala luhlawulelwe obeluhawuliwe okanye luncitshisiwe ngenxa yokungahlawuli, umnini-akhawunti kufuneka ahlawule zonke iimali neentlawulo ezibekwa liBhunga, amaxesha ngamaxesha.
- (24) Igosa elifanelekileyo linokuthi, ngesicelo esibhaliweyo somnini-akhawunti kwangemihla ecelwe ngumnini-akhawunti
- (a) liqhawule unikezelo lweenkonzo ezibalwa ngemitha kwindawo yomnini-akhawunti; kuphinde

- (b) kubuyiselwe unikezelo, yaye umnini-akhawunti kufuneka athi phambi kokuba zibuyiswe iinkonzo ahlawulwe intlawulo ebekiweyo yokuqhawulwa nokubuyiselwa konikezelo lwakhe lweenkonzo ezibalwa ngemitha.
- (25) Emva kokuqhawulwa kweenkonzo ngenxa yokungahlawuli okanye ngokophula nawuphi na umgaqo wale miThetho kaMasipala, ezo mali zibekiweyo mazihlawulwe phambi kokuba kwenziwe ubuyiselo.
- (26) Ezi zinto zilandelayo ziyangena xa kufundwa iimitha ezibala ngetyala:
- (a) Ngaphandle kokuba kubekwe ngenye indlela, iimitha ezibala ntetyala zidla ngokufundwa ngezithuba ezimalunga nenyanga yaye iintlawulo eziqingqiweyo okanye ubuncinane bazo ekufuneka zihlawulwe ngokwamaxabiso eenkonzo zihlolwa ngokufanelekileyo yaye iBhunga alinyanzelekanga ukuba lenze naluphi na utshintsho kwezo ntlawulo;
- (b) ukuba ngenxa yaso nasiphi na isizathu imitha ebala ngetyala ayikwazi ukufundeka, iBhunga linokunika iakhawunti eqikelelweyo, yaye usetyenziso oluqikelelweyo luya kulungiswa kwiaxhawunti elandelayo ngokosetyenziso oluwenziwe nyani;
- (c) xa umnini-akhawunti esimka endaweni kube kungakwazeki ukuba kungenziwa ufundo lokugqibela lwemitha, uqikelelo losetyenziso lungenziwa aze anikwe iakhawunti yakhe yokugqibela ngokufanelekileyo;
- (d) ukuba umxumi ufuna ufundo lwemitha olulodwa, loo nto ingafumeneka emva kokuhlawula imali ebekiweyo; yaye
- (e) ukuba kufumaneka impazamo yokubala, yofundo okanye yokubala kwemitha kuyo nayiphi na iakhawunti enikwe umxumi
- (i) loo mpazamo iya kulungiswa kwiaxhawunti ezilandelayo;
- (ii) nakuphi oko kulungiswa kweeakhawunti kuya kwenzeka kuphela kwithuba leenyanga ezintandathu phambi komhla ebhaqwe ngawo impazamo kuloo akhawunti;
- (iii) ulungiso olo luya kusekwa kumaxabiso okwenyani eenkonzo asebenza ngelo xesha; yaye
- (iv) ukusebenza kweli candela akumnqandi umxumi ukuba angabangi imbuyekezo ngokubizwa imali eninzi ngalo naliphi ithuba elide apho umxumi akwazi yo ukunika

ubunika ubungqina ngelo bango ngokwenkqubo yomthetho.

- (27) Ezi zinto zilandelayo ziyangena kubalo ngemitha oluqala luhlawulelwe:
- (a) Akukho mbuyekezo iya kunikwa ngokuthengwa kombane okanye kwamanzi kwindawo yentengiso emva kokuqalwa kwenkqubo esikhutshwa ngayo isiliphu semitha eqala ihlawulelwe;
 - (b) Iikopi zeziliphu ezikhutshwe ngexesha elidlulileyo zokuthengwa kwenkonzo yemitha eqala ihlawulelwe zinokukhutshwa xa umxumi ezicela;
 - (c) Xa umnini-akhawunti eyishiya indawo efakelwe imitha yenkonzo eqala ihlawulelwe, akukho mbuyekezo yemali eseleyo kwimitha eya kunikwa umxumi liBhunga;
 - (d) IBhunga aliyi kuba naxanduva lakubuyisela imali kwimitha eqala ihlawulelwe, mali leyo iye yalahleka ngethuba bekuphazanyiswana nayo imitha leyo okanye ngokusetyenziswa okungekuko okanye ukusetyenziswa kakubi kweemitha zeenkonzo eziqala zihlawulelwe okanye iziliphu zazo;
 - (e) Apho umnini-akhawunti anetyala kwiBhunga ngazo naziphi na iintlawulo zohlolo, iinkonzo ezibalwa ngemitha, ezinye iintlawulo zikamasipala, izidelo, iimali ezihlawulwayo, izigwebo, iinzala, iirhafu okanye nawaphi amanye amaxabiso ahlawulwayo asuka kuyo nayiphi na into efanele ukuhlawulwa, iBhunga linokutsala umyinge wayo kwimali ehlawulelwe ukunciphisa isixa esikweletwa iBhunga.

16. Ukuthengiswa kwakhona kombane

- (1) Akukho mnini-akhawunti onikwa iinkonzo ezibalwa ngemitha ngokwale miThetho kaMasipala onokuthengisa unikezelo lombane olunikwa umnini-akhawunti phantsi kwesivumelwano neBhunga, ethengisela nawuphi na omnye umntu okanye abantu ukuba bawusebenzise kuyo nayiphi na indawo ngaphandle kwaleyo isivumelwano besenzelwe yona, okanye avumele loo ntengiso ngokutsha okanye olo nikezelo ukuba lwenziwe, ngaphandle kokuba kukho amalungiselelo awenziweyo ngesivumelwano esithile okanye kuqale kwafunyanwa imvume yokwenza loo nto kwiBhunga.
- (2) Ukuba iBhunga liyayinika imvume ekuthethwe ngayo kwicandelwana 18 (1), linokubeka elona xabiso kungenakudlulwa kulo onokuthengiswa

ngalo umbane lize linyanzelise neminye imiqathango ukuba libona kuyimfuneko oko.

- (3) Imvume ekuthethwe ngayo kwicandelwana 18 (1) inokurhoxiswa ngalo naliphi na ixesha.
- (4) Apho umbane uthengiswa ngokutsha ukuze usetyenziswe kwalapha kule ndawo, olo thengiso ngokutsha kufuneka luhambelane namaxabiso eenkonzo yaye lulandele imiqathango ekunokugqitywa ngayo liBhunga.

17. Ukuncedwa kwabahluphekayo

- (1) Ukuze ikhaya lifaneleke njengekhaya elingathathi ntweni, kufuneka ezi mfuno zilandelayo zifizekisiwe:
 - (a) Umfaki-sicelo kufuneka abe ngumnini-akhawunti;
 - (b) (i) Umfaki-sicelo kufuneka abe nomzi;
 - (ii) kwimeko yomntu orentayo, umrenti makazivakele ngokwakhe isicelo yaye uya kufaneleka ukuba angafumana iakhawunti yombane, amanzi nesureji kuphela, oko kukuthi ezo ntlawulo azifumana kwiakhawunti kamasipala.
 - (iii) Iiakhawunti esele zikho neziseza kuvulwa zamakhaya ahluphekayo apho umnini-akhawunti waswelekayo, oko kukuthi kwiakhawunti “yendawo yongasekhoyo”, ziya kwamkelwa phantsi kwendlela yoncedo, ngokuxhomekeke ekubeni ngulo mlingane useleyo kunye/okanye nabantwana abaxhomekeke kuye abanokufaka isicelo okanye baxhamle;
 - (c) Umfaki-sicelo akanakuba ngumnini weepropati ezingaphezu kwenye ezilapha kwindawo kamasipala okanye ngaphandle kwayo, yaye umhlaba ongakhiwanga nto awuyi kuthathwa njengepropati.
 - (d) Ingeniso ephelileyo yekhaya ayinakuba ngaphezulu kwexabiso elibekwe liBhunga okanye iBhunga linokubeka ixabiso elithile olungena kulo usetyenziso lombane okanye amanzi okanye ukuxatyiswa kwepropati kukamasipala. IBhunga linokusebenzisa nayiphi na indibaniselwano yala maxabiso.
 - (e) Ukuhlolwa kwexabiso lepropati ngumasipala akanakuba ngaphezu kwexabiso elibekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha.
- (2) Umfaki-sicelo kufuneka aziphe iBhunga ngoko nangoko xa imeko yakhe inokutshintsha ngokubhekiselele ku-19(1)(b) ukuya ku-19(1)(d) apha ngentla, nto

leyo ivumela iBhunga ukuba liyicinge ngokutsha imeko yekhaya elo yokuba likhaya elihluphekayo.

- (3) Umfaki-sicelo kufuneka, phambi komhla obekwe liBhunga, afake isicelo qho ngonyaka, okanye ngezithuba ezibekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha, ukuze anikwe ubume bokuba likhaya elihluphekayo, yaye ngenxa yale njongo kufuneka:
 - (a) azalise asayine iifomu ezimiselweyo; aphinde
 - (b) anike nawaphi na amaxwebhu anokufunwa liBhunga amaxesha ngamaxesha.
- (4) Amakhaya afanelekileyo njengamakhaya ahluphekayo anokufumana zonke okanye inxenye yezi zinto zilandelayo:
 - (a) Ubungakanani bombane ngokokubekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha;
 - (b) Ubungakanani bamanzi ngokokubekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha;
 - (c) Iintlawulo zokuthuthwa kwenkukuma ngokokubekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha;
 - (d) Iintlawulo zogutyulo ngokokubekwa liBhunga amaxesha ngamaxesha;
 - (e) Iintlawulo zohlolo ngokokubekwa liBhunga; okanye
 - (f) Naziphi iimali zeenkono, zerhafu okanye zeentlawulo ngaphezu kwezo nkonzo zinikwayo.
- (5) IBhunga linelungelo lokutyelela ipropati ekuthethwe ngayo kwicandelwana 1(b) ngalo naliphi ixesha elifanelekileyo ngenjongo yohlolo okanye yesicelo esifakiweyo.
- (6) Iintlawulo eziqhelekileyo, iimali kunye namaxabiso abizwayo kunye neemfuno zokuhlawula iakhawunti ziya kufakwa xa iakhawunti yekhaya elithile idlula kwimali enikiweyo.

IMIGAQO GABALALA

18. Amagunya eBhunga okunciphisa okanye ukuqhawula unikezelo lweenkonzo

IBhunga linokuthi, ngaphezu koko kubekwe kuyo nayiphi na imigaqo yale miThetho kaMasipala, linciphise okanye liqhawule unikezelo lombane, okanye liqhawule nayiphi na enye inkonzo elinikezela kuyo nayiphi na enye indawo ukuba –

- (a) kukhutshwe umyalelo wenkundla ngokwecandelo 74 loMthetho weNkundla kaMantyi, ka-1944 (uMthetho wama-37 ka-1944), usiya kuye nawuphi na umnini-akhawunti;
- (b) umnini-akhawunti wayo nayiphi na inkonzo akaphumeleli ukulandela imiqathango yonikezelo egunyaziswa liBhunga;
- (c) umnini-akhawunti uphazamisana nonikezelo olufanelekileyo lombane okanye nayiphi na enye inkonzo kamasipala eya komnye umnini-akhawunti;
- (d) umnini-akhawunti unikezela ngeenkono zikamasipala kuye nawuphi na omnye umntu ongafanelekanga ukuba uyazifumana okanye uvumela loo nkono ukuba iqhuba;
- (e) umnini-akhawunti ubangela imeko iBhunga elicingela ukuba inobungozi okanye iyakhabana nomthetho othile; okanye
- (f) uphantsi kobhaliso lwethutyana, ukuthinjwa okanye ulawulo lwasemthethweni, okanye enze isenzo sokungakwazi ukuhlawula amatyala ngokoMthetho wokuNgakwazi ukuHlawula amatyala, ka-1936 (uMthetho wama-24 ka-1936).

19. Ukuphazamisana neenkono, uqhagamshelo noqhamgamshelo ngokutsha olungekho mthethweni kunye nokusetyenziswa ngokungafanelekanga kweenkono

- (1) IBhunga linelungelo lokuhlola inethiwekhi yeenkono ukujonga ukuba akukho mpawu zakuphazamisana nayo na okanye izenzo ezingaqhelekanga.
- (2) Akukho mntu unokuthi ngendlela okanye ngaso nasiphi na isizathu aphazamisane nayo nayiphi na imitha okanye isixhobo sokubala ngemitha okanye uqhagamshelo lweenkono okanye isixhobo esikhusela iinkaonzo okanye ezona ndawo lusuka kuzo unikezelo okanye nasiphi na esinye isixhobo seBhunga.
- (3) Xa ubungqina bokuqala bukhona bomxumi okanye nawuphi na umntu ophazamisane necandelwana 21(2), iBhunga linelungelo lokuqhawula unikezelo ngoko nangoko lingakhange liqale limazise umnini-akhawunti, yaye umnini-akhawunti uya kujongana nazo zonke iimali neentlawulo ezibizwe nguMasipala ngolo qhawulo.
- (4) Apho umnini-akhawunti okanye nawuphi na umntu ophule icandelwana 21(2) kuze oko kophula kwakhe eli candelwana kubangele ukuba imitha ibale ngaphantsi kosetyenziso oluyinyani, iBhunga linelungelo lokufuna kumnini-akhawunti ixabiso elipheleleyo losetyenziso lwakhe oluqikelelwayo.

20. ISatifiketi sokungabinatyala (ikliyerensi)

Ukuze kuvunyelwe ukutshintsha ubunini bepropati engasukiyo ukusuka komnye umnini obhalisiweyo ukuya komnye, uMphathi weCandelo leeTayitile ufuna isatifiketyi sokungabinatyala. Esi satifiketi sifumaneka kuMphathi kaMasipala okanye igosa leBhunga eligunyaziswe nguye, emva kokuba ehlawule imali efanelekileyo nangokuxhomekeke ekufezekisweni kwemiqathango yecandelo 118 yoMthetho weendlela zokwenza zikaMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000).

21. Iithenda nezibonelelo ezincedisayo

- (1) Ithenda nganye efakwa kwiKomiti yeeThenda kufuneka ikhatshwe sisatifiketi esisuka kuMasipala sixela ukuba loo mniki-nkonzo akanatyala kwiBhunga ngalo naliphi na ixabiso elisilelayo elivela kwiakhawunti kaMasipala.
- (2) Xa loo mniki-nkonzo ufaka isicelo enokuba unetyala, ikomithi yeethenda inokungamvumeli kuloo thenda.
- (3) IKomiti yeeThenda inokuyijonga ithenda kuphela xa loo mniki-nkonzo ufaka isicelo enze amalungiselelo onelisayo okuhlawula elo xabiso asilela ngalo ngohlobo lwezavenge, okanye elihlawule ngokupheleleyo elo xabiso.
- (4) UMphathi kaMasipala okanye igosa eligunyaziswe nguyo leBhunga uya kuthi ngokomqathango wekhontrakthi, atsale kwiimali anetyala ngazo umniki-nkonzo ukwenzela gqibezela loo mali iselelyo.
- (5) Intlawulo yaso nasiphi na isibonelelo esincedisayo evunywe ngulowo ugunyazisiweyo, inokubanjwa ingahlawulwa de kuhlawulwe iakhawunti kamasipala engekahlawulwa, okanye de kufikelelwe kwisivumelwano neBhunga kunye nalowo ufumana esi sibonelelo soncedo apho kwenziwe amalungiselelo onelisayo ngokubhekiselele ekugqityezelweni kweakhawunti kamasipala engekagqitywa.

22. Amagunya okungena nokuphonononga

- (1) Ummeli weBhunga ogunyazisiweyo unokuthi ngaso nasiphi na isizathu esinento yokwenza nokwenziwa okanye ukunyanzeliswa kwale miThetho kaMasipala, ngawo onke amaxesha afanelekileyo okanye ngalo naliphi na ixesha likaxakeka, angene endaweni, acele iinkcukacha zokuqhuba olo hlolo alubona lufuneka, yaye unokuthi ngeenjongo zokufakelwa okanye kokulungiswa nayiphi na imitha okanye uqhagamshelo lwenkonzo obeluhawulelwe ukulungisa, emise okanye anciphise ukunikwa kwayo nayiphi na inkonzo.
- (3) Ukuba iBhunga likubona kufanelekile ukuba kwenziwe umsebenzi ukwenzela ukuba igosa lenze umsebenzi ekuthethwe ngawo ku-23 (1) apha ngasentla ngokufanelekileyo nangempumelelo linokuthi:

- (a) ngesaziso esibhaliweyo lifune umnini-akhawunti enze, ngeendleko zakhe, umsebenzi obekiweyo ngethuba elibekiweyo; okanye
 - (b) ukuba kungxamisekile, lingakhange liqale liqale lazise mntu liwenze loo msebenzi okanye lenze ukuba wenziwe ngeendleko zomnini-akhawunti.
- (4) Ukuba lo msebenzi kuthethwe ngawo ku-23 (2) wenzelwe kuphela injongo yokujonga ukuba akukho kungalandelwa kwale mithetho kamasipala okwenzekileyo kube kungekho kungalandelwa kwenzekileyo, iBhunga liya kujongana neendleko ezidibene nezo zokubuyiselwa kwendawo leyo kuloo meko ibikade iyiyo.

23. Ukuziphumla ekuhlawuleni ityala, ukuyekiswa kwentlawulo kunye nokungaphathwa ngokufanayo kwabaxumi

- (1) IBhunga linokwahlula phakathi kweentlobo ezahlukeneyo zabahlawuli beenkonzo, abanini-akhawunti, abaxumi, abantu abanamatyala, iirhafu, iinkonzo, imigangatho yeenkonzo neminye imiba.
- (2) IBhunga linokuthi, ngokubhaliweyo liyekise umnini-akhawunti, uhlobo oluthile lwabanini-akhawunti, okanye abanye abantu ukuba bangayilandeli imigaqo yale mithetho, ngokuxhomekeke kuyo nayiphi imiqathango elinokuyibeka, ukuba umfaki-sicelo okanye ukwenziwa kwaloo mgaqo akufanelekanga, kodwa ke uCeba ongummeli ogunyazisiweyo akanakunika oko kuyekisa kokulandelwa kwalo naliphi na icandelo lale mithetho kamasipala xa loo nto inokubangela:
 - (a) ukumoshwa okanye ukusebenzisa ngokugqithisileyo amanzi okanye umbane;
 - (b) ukubaleka okanye ukungalandelwa koncitshiso lwamanzi nombane
 - (c) iziphumo ezibi kakhulu kwimpilo yoluntu, ukhuseleko okanye indalo;
 - (d) ukungahlawulelwa kweenkonzo;
 - (e) ukufakelwa kwemibhobho nezinto ezifakelwayo ezingavumelekanga ngokomgangatho obekiweyo weBhunga; okanye
 - (f) nawuphi uMthetho, okanye nawuphi na umgaqo waloo mthetho ongalandelwanga.
- (3) UCeba, ummeli ogunyazisiweyo wakhe, unokuthi ngalo naliphi na ixesha emva kokunika isaziso esibhaliweyo sobuncinane beentsuku

ezingamashumi amathathu, arhoxise nakuphi na ukuyekiswa okunikiweyo ngokwecandelwana 24(2).

24. Amagunya eBhunga okubuyisela iindleko ezichithiweyo

- (1) Apho ibhanki ingazivumiyo iintlawulo ezenziwa liBhunga, iBhunga linokutsala ze libuyisele zonke iindleko ezinxulumene noko kunye nazo naziphi na iimali zokuphathwa kweakhawunti kuloo akhawunti yomnini-akhawunti ongaphumezanga intlawulo yaye linokuqhawula okanye linciphise unikezelo kuloo ndlu yaloo mnini-akhawunti.
- (2) Zonke iindleko zomthetho, kuquka iindleko zegqwetha neklayenti yalo eziye zachithwa ekubuyiseni ezo mali zisilelayo nezihlawulwa ngokoMthetho weNkundla kaMantyi, ka-1944 (uMthetho wama-32 ka-1944) ziya kutsalwa kuloo akhawunti inetyala yaloo mnini-akhawunti.
- (3) Ngawo nawaphi na amanyathelo athathiweyo okufuna intlawulo kumnini-akhawunti okanye okukhumbuza umnini-akhawunti ngefowuni, ifeksi, i-imeyile, ileta okanye enye indlela, ukuba ezo ntlawulo zifanele ukuhlawulwa, kuya kutsalwa imali kwiakhawunti kaMasipala yomnini-akhawunti ngokwemigaqo yeBhunga emalunga namaxabiso eenkonzo.

25. Ubungqina bokuqala

Isatifiketi esibonisa ixabiso elifanele ukuhlawulwa iBhunga, phantsi kwesandla soMphathi kaMasipala okanye igosa eligunyazisiweyo leBhunga, sifumaneka emva kokuvezwa kobungqina bokuqala bokuba unetyala lalo.

26. Ukungqinisiswa nokulungiswa kweeoda, izaziso kunye namanye amaxwebhu

- (1) Ioda, isaziso okanye olunye uxwebhu olufuna ukuqinisekiswa liBhunga kufuneka isayinwe ngokwaneleyo nguMphathi kaMasipala okanye igosa eligunyazisiweyo leBhunga, elo gunya liqinisekise ngesindululo seBhunga okanye ngomthetho okanye umgaqo kamasipala yaye xa sikhutshwe liBhunga ngokwale mithetho kamasipala luya kuthathwa njengelikhutshwe ngokusesikweni ukuba lusayinwe ligosa eligunyaziswe liBhunga.
- (2) Nasiphi na isaziso okanye olunye uxwebhu olukhutshelwa umntu ligosa eligunyazisiweyo leBhunga ngokwale mithetho kamasipala, luthathwa njengalunikwe ngokusemthethweni:
 - (a) xa (olo xwebhu) lusiwe kuloo mntu ngqo;
 - (b) xa lushiywe endaweni ahlala kuyo loo mntu okanye eshishinini elilapha kwiRiphabliki libe lishiywa kumntu obonakala engaphezu kweminyaka elishumi elinesithandathu ngokobudala;

- (c) xa loo mntu eluposelwe ngerejista okanye iposi enesiqinisekiso sokufumaneka kwidilesi yokuhlala okanye yeshishini lakhe agqityelwe eyisebenzisa apha kwiRiphabhlikhi, yaye kukho nobungqina boko kuposwa obusuka eposini;
 - (d) ukuba idilesi yaloo mntu yalapha kwiRiphabhlikhi ayaziwa, xa (olo xwebhu) lunikwe iarhente okanye ummeli waloo mntu olapha kwiRiphabhlikhi ngale ndlela icaciswe kwimihlathi 27(2)(a), 27(2)(b) okanye u-27(2)c);
 - (e) ukuba idilesi yalapha kwiRiphabhlikhi yearhente okanye ummeli waloo mntu ayaziwa, xa ibekwe kwindawo efanelekileyo efanele ukubekwa kuyo iposi kwipropati okanye indawo ahlala kuyo, ukuba ikhona;
 - (f) kwimeko yequmrhu, xa isiwe kwiofisi ebhaliswe ngayo indawo yeshishini yelo qumrhu; okanye
 - (g) xa ithunyelwe, ngokwesicelo somntu, kwidilesi yeimeyile yaloo mntu.
- (3) Xa nasiphi na isaziso okanye olunye uxwebhu kufuneka sigunyazisiwe okanye sisiwe ngokusemthethweni kumnini wepropati okanye umnini-akhawunti okanye umgcini wayo nayiphi na ipropati okanye onelungelo kuyo nayiphi na ipropati, oko kwanele ukuba loo mntu kweso saziso okanye naluphi na olunye uxwebhu uchazwe njengomnini, umnini-akhawunti okanye umgcini waloo propati okanye umntu onelungelo kuyo, yaye akukho mfuneko yakuba ade axelwe ngagama loo mntu.
- (4) Inkonzo yekopi iya kuthathwa njengenkonzo yoxwebhu oluyinyani (uxwebhu-ngqangi).
- (5) Nasiphi na isaziso senkundla sithathwa njengesinikwe iBhunga ngokwaneleyo nangokusebenzayo xa sinikwe uMphathi kaMasipala okanye umntu ophangela kwiofisi yoMphathi kaMasipala.
- 27. Ukulahlwa kwamatyala angahlawulekiyo, kunye nokuhlalulwa ngokuzeleyo nokukokokugqibela kweakhawunti**
- (1) Phambi kokuqaliswa kwenkqubo yokuqokelelwa kwamatyala kwimeko nganye, uMphathi kaMasipala kufuneka –
 - (a) aqinisekise ukuba zonke iindlela zokuqokelela amatyala ekuthethwe ngazo kule mithetho yoomasipala zisetyenzisiwe xa kufanelekile;
 - (b) agcine irekhodi zamaxwebhu alungele umphicothi-zincwadi; yaye

- (c) abhale izizathu zokuqalisa inkqubo yokuqokelelwa kwamatyala, kuquka neendleko zokunyanzeliswa kunye nolungiso lwezimali olufanelekileyo;
- (2) UMphathi kaMasipala okanye igosa leBhunga eligunyaziswe nguye linokujonga isicelo sokugqityenzelwa kwetyala ngokuzeleyo, yaye kufuneka, ukuba loo nto ayichasananga nokufunwa liBhunga, libhale isivumo sokuvunywa kwexabiso elingaphantsi kwelo njengemali yokugqibezela elo xabiso belisele nebelifuna ukuhlawulwa.
- (3) Apho elo xabiso lililo belifanele ukuba lihlawulwa kwiBhunga lihlawulwe lingaphelelanga, naliphi na ixabiso elingaphantsi kwalo elinikwa likwavunywa nanguwuphi na umqeshwa weBhunga, ngaphandle koMphathi kaMasipala okanye umthunywa woMphathi kaMasipala, aliya kuthathwa njengentlawulo ezeleyo yokugqibezela elo xabiso.

28. Ilungelo lokubhena

- (1) Umntu onamalungelo akhe achatshazelwa sisigqibo segosa likaMasipala angafaka isibheno ngeso sigqibo ngokunika isaziso esibhaliweyo seso sibheno kunye nezizathu kuMphathi kaMasipala zingaphelanga iintsuku ezingama-21 zomhla wokwaziswa kwesigqibo.
- (2) UMphathi kaMasipala kufuneka eso sibheno asifake ngoko nangoko kubaphathi abajongene nezibheno abafanelekileyo ekuthethwe ngabo kwicandelwana 29(4).
- (3) Abo baphathi bajongene nezibheno kufuneka basijonge eso sibheno baze basingqinise, basivelele macala onke okanye basikhabe eso sigqibo, kodwa oko kusivelela macala onke okanye ukukhaba isigqibo akufunekanga kujongele phantsi nawaphi amalungelo avezwe ngenxa yeso sigqibo.
- (4) Xa isibheno simalunga nesigqibo esithathwe:
 - (a) ngumsebenzi ongenguye uMphathi kaMasipala, uMphathi kaMasipala unokuba nguye umphathi ojongene nezibheno;
 - (b) nguMphathi kaMasipala, uSodolophu nguye umphathi ojongene nezibheno; okanye
 - (c) ngumbutho wezopolitiko okanye ilungu lesigqeba sombutho wezopolitiko okanye iBhunga okanye ikomiti yooceba abebengabandakanywanga kwisigqibo nabonyulwe liBhunga, ngabo abaphathi abajongene nezibheno kule meko.

- (5) Abaphathi abajongene nezibheno kufuneka baqalise ngesibheno zingaphelanga iiveki ezintandathu baze bagqibe malunga nesibheno eso lingaphelanga ithuba leeveki ezilishumi elinambini.

29. Amatyala

Umntu unetyala lokophula umthetho yaye ujongene nokugwetywa ithuba elingekho ngaphezu kweenyanga ezintandathu zokusebenzela uluntu okanye abhatale imali okanye zidityaniswe zombini ezi zinto ukuba –

- (a) akaphumeleli ukunika imvume yokungena efunwa ligosa ngokwale mithetho kamasipala;
- (b) uphazamisa okanye alibazise igosa ekusebenziseni amagunya okanye ekwenzeni umsebenzi walo phantsi kwale mithetho kamasipala;
- (c) usebenzisa okanye aphazamisane nesixhobo seBhunga okanye usetyenziso lweenkonzo ezinikwayo;
- (d) akaphumeleli okanye uyala ukunika uCeba okanye igosa ulwazi olunokufunwa liBhunga okanye igosa ngokufanelekileyo ngenjongo yokusebenzisa amagunya okanye ukwenza imisebenzi phantsi kwale mithetho kamasipala, okanye anike uCeba okanye igosa ulwazi olububuxoki okanye olulahlekisayo esazi ukuba lububuxoki okanye luyalahlekisa;
- (e) akaphumeleli ukulandela okuthethwe kwisaziso asinikwe ngokusemthethweni ngokwale mithetho kamasipala;
- (f) akaphumeleli ukwazisa iBhunga ngokwecandelo 19 (2); okanye
- (g) uphazamisa okanye ophule nasiphi na isiciko semitha okanye nasiphi na isixhobo esiseseBhunga, okanye ngaso nasiphi na isizathu esibonwa nguMphathi kaMasipala njengesenza ukuba imitha ingabhalisi iinkonzo ngokufanelekileyo, yaye loo mntu uya kuphinda ahlawuliswe ukuzisebenzisa kwakhe ezo nkonzo.

30. Ukuyekiswa

(1) Nawuphi na uMthetho kaMasipala osebenza kwindawo kaMasipala ngokubhekiselel kulo mxholo ukule miThetho kaMasipala uyayekiswa ngokwendlela ngenxa yokuba ukhabana nokubhalwe kule miThetho kaMasipala.

(2) Ukuyekiswa kwemiThetho kaMasipala ekhoyo ngoku kuqala ngomhla wokubhengezwa kwale miThetho kaMasipala.

33. IsiHloko esiFutshane nokuqala kwayo

(1) Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yoKhathalelo kwabaXumi neNgeniso yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye ngemihla ebekwe liBhunga likaMasipala yaza yapapashwa kwigazethi yephondo.

(2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokuqalisa ukusebenza kwiindawo ezahlukeneyo.

No. 26

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YOKULAWULA
UKUNIKEZELWA KWENKONZO NGAMATYALA**

UMTHETHO OYILWAYO

IMITHETHO KAMASIPALA YOKULAWULA KWAMATYALA

UMphathi kaMasipala waseMbizana, ngokwecandelo 13 loRhulumente baseKhaya Womthetho wohlobo lokusebenza koMasipala 2000 (uMhetho wama-32 ka-2000) ofundwe necandelo 162 loMgaqo Siseko woMzantsi Afrika 1996 (umthetho we-108 ka-1996), upapasha Imithetho yokulawula amatyala kaMasipala weNgigqi yase Mbizana evunyiweyo liBhunga lawo njengokuba ibekwe ngezantsi.

I-indeksi

lingcaciso

linjongo zemithetho yokulawula amatyala

Unikezelo magunya

Isivumelwano

lidiphozithi

li-Akhawunti nokubizwa kweentlawulo zazo

li-Akhawunti

lintlawulo ezingazingahlawulwekanga

lintlawulo zomthetho

lindleko zokukhumbuza abantu abanamatyala ngamatyala abo

lintlawulo zokuqhawulwa kweenkonzo

Ukubuyiselwa kweenkonzo

Amagunya okumisela okanye ukuqhawula ukunikezelwa kweenkonzo

lingxwabangxwaba

Amagunya okuNgena nokuHlola

Izivumelwano zokubhatala amatyala asemva ngezavenge eziqhubekayo zeenyanga

Izaziso namaXwebhu

Ukungqinisiswa kwamaxwebhu

Ukugqityenzelwa nokuhlawulwa ngokupheleleyo kwexabiso

Iintlawulo zenzala

Ubungqina bokuqala

Ubungqina bokungakwazi ukuhlawula

Ixabiso elifanele ukuhlawulelwa iintlawulo zohlolo

AbaQondisi abajongene neentlawulo zohlolo

Ukulandelelwa kokuDluliselwa kobunini bepropati

Iintlawulo zeenkonzelo ezihlawulwa kuMasipala

Ukuphumla ekuhlawuleni, ukuvunyelwa ukungahlawuli nokwahlula phakathi kwabantu

Ukuxelwa kwabangahlawuli ngokufanelekileyo

Ukutshintshwa kwemitha eqala ihlawulelwe

Isivumelwano nabaqeshi

Ukuyekiswa koMthetho kaMasipala wolawulo lwamatyala kaMasipala

Ukophulwa komthetho nezohlwayo

Ukungangqinelani nemiThetho kaMasipala

IsiHloko esiFutshane nokuqala

ISHEDYULI 1A

ISHEDYULI 1B

1. IINKCAZELO

Ngenjongo yale mithetho ngaphandle kokuba umxholo unikwe enye inkcaza –

“Isixhobo sokwenza” siquka isakhiwo, uphayiphi, impompo, icingo, intambo, meter, umashini nayo nyiphina into efakiweyo.

“Isivumelwano” sichaza isivumelwano esibhaliweyo phakathi komntu onetyela noMasipala apho kuchazwa indlela kuchazwa indlela ezokwenziwa ngayo,

“Ukubizwa kwemali yeenkonzo” kuchaza indlela efanelekileyo apho exelelwa ngayo umthengi ngesixa semali kwimali ebekusele ayibhatale,

“uhlawulo lentlawulo” luchaza yonke into enxulumene nokuhlawula nokuqokelela kwemali zikamasipala ezikweleta ngababhatali berafu kunye nabasebenzisi benkonzo zakhe,

“umthengi” uchaza nawuphi umntu ohlala nakwesiphi isakhi apho Umasipala anikezela okanye apho avumileyo ukunikezela ngenkonzo. Ukuba kukho umhlali, umnikazi wendawo leyo,

“ukulawula kothengo” uchaza ukujongwa kwezindingo zomqashi ngaxeshanye ukwenzela ukukhuthaza ukubhathala,

“umkoloti” uchaza umntu obamba uMasipala imali yerafu okanye intlawulo yenkonzo.

“inzala” iquka inzalo ebalwe kwimali umntu oyikolotayo kwinkonzo nerafu kaMasipala.

“Umphathi Kwimicimbi yeZemali” uchaza umntu ochongwe ngumasipala ukuba apha the yonke imicimbi yolawulo lwezimali kunye nokuqokelelwa kwemali okolotwa uMasipala;

“ikhawunti kamasipala” iquka irhafu okanye amtyala ezinkonzo nerafu zilandelayo-

- (a) ukusetyenziswa kombane;
- (b) ukusetyenziswa kwamanzi;
- (c) ukungafuni ukusuka,
- (d) Inkonzo zelindle;
- (e) Irafu nenkonzo ezibizwa ngobungakanani bendawo leyo;
- (f) Inzala;

“IBhunga likaMasipala” uchaza ibhunga likaMasipala wasMbizana njengokuba lisekiwe ngokwecandelo 12 IRhulumente basekhaya; amasebe kaMasipala, umthetho ka-1998 (umthetho we-117 ka-1998, njengokuba uhlwayelwe);

“Inkonzo zikaMasipala” uchaza ezonkonzo, intlawulo yeenkonzo neerhafu ezivela kwiakhawunti kaMasipala njengezifanelekileyo ukuba zihlawulwe;

“UMasipala” uchaza uMasipala waseMbizana,

“umhlali” uchaza nawuphi umntu ohlala kulo ndawo kungahoywanga ukuba iphantsi kwegama likabanjani;

“Umnikazi” uchaza ukuba

- (a) umntu uthi kumnaxesha ngamaxesha ebeneisiquinisekiso sethutyana esisemthethweni salondawo,
- (b) Xa kuthe kwerizeka lo nto unelungelo lethutyana le ndawo ibhaliswe ngaye inesigwebo nomthetho, lo mntu uselulawulo nasokuphatweni kwalondawo uthathwa njengomlawuli, umcimi, umgcini nomeli womthetho;
- (c) Kwimeko apho uMasipala engakwazi ukufumana ukuba ngubani lo mntu ofanelwe ukufuna lo ndawo iyakuba nguye umnikazi;
- (d) Kwimeko apho bekunikezelwene ngalo ndawo isituba seminyaka eyi 30 nanagaphezulu, lo mntu bekunikezelwe kuye lonke ulawulo;
- (e) kwinto ezifana –
 - (i) nesiqithi somhlaba 1986, (umthetho No 95 ka1986), kungoncitshisanga apha ngentla kuquka umphuhlisi okanye iqumrhu loshishino, okanye,
 - (ii) Icandelo njengokubhaliweyo kulo mthetho, umntu igama elivela kwisazisi or isiqinisekiso sobunikazi-mhlaba kuquka orente echongwe ngaye ngokusemthethweni;
 - (a) nowuphi umntu osemthethweni kungophelenga –
 - (b) kwinkampani ezibhaliswe ngokoMthetho weeNkampani, ka-1973 (umthetho wesi-6 ka-1973) iTrust inter vivos, iTrust mortic cauca, inkampani ezincinci 1984 (umthetho wama-69 ka-1984) iqumrhu elizinikezeleyo;
 - (c) neliphi isebe likaRhulumente;
 - (d) nawuphi Masipala okanye isigqeba esisekwe nangowuphi umthetho osebenza kwilizwe loMzantsi Afrika; okanye;

(e) neyiphi indlu Yozakuzo okanye icandelo langaphandle

“indawo” iquka isiqithi semhlaba, nemida engaphandle apho sinikwe khona –

- (a) Iplani ephangalaleyo okanye umzobo obhaliswe ngokomthetho wokuhlolwa kwemiHlaba we-9 ka-1927) okanye ngokomthetho wokubhalisa iziQinisekiso zobunini Mhlaba,
- (b) Nesiphi isiqithi esibhaliswe ngoko mthetho woBumi Mhlaba 1998,(umthetho 95 ka1986), ezinze kwindibano ephantsi kolawulo lukaMasipala,

“ebekiweyo” ithetha loo nto ibekwe liBhunga likaMasipala ngesindululo ngokwalemithetho-

2. Injongo zomthetho nokulawula Amatyala

- (1) UMasipala kufuneka abeneMthetho ebhaliweyo yokulawula ukunikisa nokuqokelelwa kwamatyala aquka –
 - (a) Indlela nemiqathango yokulawula ukunikisa ngetyala;
 - (b) Indlela nemiqathango yokulawula ukuqokelelwa kwamatyala,
 - (c) ukulungiselelwa kwabantu abangathathi ntweni abanamatyala okuhambelana neepolisi zeentlawulo namaxabiso eenkonzo kunye nayo nayiphi na ipolisi kazwelonke yabantu abangathathi ntweni;
 - (d) Inzala kwimali engahlawulwanga;
 - (e) Ekubhekiselelwa phambili kwentlawulo yeAkhawunti iquke nesilungiselelo;
 - (f) Ukucinywa kwenkonzo xa inkonzo zingahlawulekanga kwaye sisemva kakhulu,
 - (g) Ukunikiswa kwenkonzo ezintsha;
 - (h) Isivumelwano esiphakathi kaMasipala noQhoshi woluntu unetyala ukuba kutsalwe imali ethile emvuzweni wakhe;
 - (i) Ukuthengiswa okwenziwayo nakowuphi umhlaba, kunye,
 - (j) Neyiphi eyenzekileyo kulawulo lokunikiswa nokuqokelelwa kwamatyala;
- (2) Ekucacisa imithetho yakhe, noMasipala akahlula-hlula phakathi kwendidi zabantu abaqashileyo, abakweliti nabanini bomhlabo

UNIKEZELO NGAMAGUNYA

- 3 UMphathi Masipala nguye onoxanduva lokumisela Imithetho yokunikezela yakunikezela ngamtyala, kodwa elo gunya lingokoMthetho woHlobo lokuSebenza kaMasipala, linikezelwe kumphathi wenkonzo zemali.

ISIVUMELWANO SENKONZO

- 4 (i)UMasipala okuyinikezela ngenkonzo ngaphandleni kwenziwa isicelo kwaye kubekho nesivumelwano senkonzo ngendlela echazwe nguMasipala okanye eyelele kwindlela eboniswe Kwibakala 1A (Abathengi bezindlu) no 1B (abathengi Boshishino) kungenwe kuso.
- (2) Isaziso seyure eziyi 48 (48 Hours esibonakalisa ukuqhawulwa kwesivumelwano senkonzo masibhalwe nkubkiswe kweliphi iqela

IIDIPHOSITHI

5. (1) UMasipala ukunikezela kuphela ngenkonzo ukuba umthengi ubhatele
- (g)Intlawulo yokhuselo eyakushiyana ngokwetyala analo okanye
- (h)intlawulo encinci elingana neakhawunti yeenyanga ezimbini.
- (2) Intlawulo eyimali okanye itsheki eqinisekisiweyo yibhanki.
- (3) UMphathi weNkonzo zezimali angayandisa intlawulo kubantu ababhatala kakubi okanye kubantu abafuna ukuba banyuselwe inkonzo abazifumanayo ngamanani amakhulu.
- (4) Intlawulo enjalo ayikuthathwano kuba kubhatelwe or okanyeyinxalelwe yokubhatala yayo yeyiphi i-Akhawunti ekufanelwe ukuba ibhatalwe yeyokunikezelwa kombane ngerjongo yokufumana isaphulelo osinikiweyo kumaxabiso ombaneekubhekiswe kuwo kule Mithetho.
- (5) Nesiphi isixa sentlawulo esenziwengumthengi okanye lakhe sokubuyisa xa ethe wasifuna zidlulanga iintsuku eziyi 30 emva kokuba siqhawuliwe isivumelwano somthengi emva kokuba kutsalwe ayikolta uMasipala.
- (6) Ngokunikwa ngumyolelo wecandelo (5) nowuphi umntu ofuna ukubuyiselwa intlawulo okanye ingxenye yayo -

- (a) Anikezelwe isiqinisekiso sentlawulo owayesinikiwe ngomhla wayehlawula; okanye
- (b) Ukuba isiqinisekiso esinjalo asikho, kufuneka atykitye isiqinisekiso esikhutshwe nguMasipala sokubuyiselwa kwakhe intlawulo okanye ingxenye yayo kwaye onezeuMasipala ukuba nguye onelungelo lokubuyiselwa intlawulo;

(7) Ukuba intlawulo okanye ingxenye yayo ibuyiselwe ngokulandela icandelwano (5), uMasipala oyakuba noxanduva lwento eyehlileyo emva koko.

(8) Isivumelwano somthetho sokuba nesolotya elithi; ukuba imali ehlawuliweyo ngumthengi ayifunwanga emva kweMinyaka emi 2 mayingene kuMasipala emva kokuba siqawuliwe; ifile, nesiphi isizathu sokufunainkonzo ngokwesivumelwano esinjalo.

(9) Akukho nzalo ahlawulwayo nguMasipala okanye i-Arhenteyakhe egunyazisiweyo kwimali ehlawuliweyo ebunjwe kunye ngokweli candelo.

li-akhawunti nokubizwa kweentlawulo zazo

6. (i) UMasipala kufuneka akhuphe i-Akhawunti eqondakalayo neyiyo kumthengi; kwaye i-Akhawunti enjalo kufuneka onke amaxabiso enkonzo zendlu.

(1) I-Akhawunti kufunekazenziwamalunga neziphumo ezifundwe yimeter ebonisa nemihlayentlawulo.

(2) Ukunikezelwa nge Akhawunti ngenyanga kuya kulingana nentsuku eziyi 30.

(3) Luxanduva lomthengi ukuqinisekisa ukuba uhlawula kwangexesha i-akhawunti yakhe nokuba akayifumananga into eshojo ukuba kufuneka ehlawulile.

No. 27

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YOKURHWEBA
EZITALATWENI**

UMTHE'THO OYILWAYO

IMITHETHO KAMASIPALA YOKURHWEBA EZITALATWENI

UMphathi Masipala weBhunga laseMbizana, ngokwecandelo 13 loRhulumente waseKhaya kuMthetho weNdlela zokwenza zikaMasipala ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000) ofundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996) upapasha imiThetho kaMasipala yokuRhweba eziTalatweni: uMasipala waseMbizana, eyamkelweyo liBhunga likaMasipala

Ukurhweba ezitalatweni**Isalathiso:**

Icandelo	Iziqulatho
1.	Iingcaciso
2.	Izinto ezingafanelwe kwenziwa
3.	Izithintelo ezingavumelekanga
4.	Ucoceko
5.	Imibhalo ebonisa iindawo ekungafanelekanga nekungavumulekanga kuthengiswe kuyo
6.	Ukususwa nokuthinjwa
7.	Izohlwayo nokophulwa komthetho
8.	Uxanduva lo mntu oqhuba ushishino
9.	Ukugcinwa kweMithetho yokuRhweba esiTalatweni
10.	Okuphulwa koMthetho neziHlwayo
11.	Isihloko esifutshane nokuqaliswa

Iingcaciso

1 (1) Kule mithetho ngaphandle kokuba umxholo unika enye inkcaza-

“**Umthetho**” uchaza umthetho woshisino , 1971 (Umthetho No 71 ka 1991)

“**Ukwamkelwa**” uchaza ukwamkelwa liBhunga likaMasipala “ukuvuma” kunenye intsingiselo eyahlukileyo;

“**Igosa elisemthethweni**” lithetha igosa elisemthethweni elithunyiweyo liBhunga likaMasipala ukuba lenze kwaye lisebenzise nawaphi okanye onke amagunya nemisebenzi acaciswe kulo Mthetho kamasipala, ngokuxhomekeke kokubhalwe kwiSahluko somthetho nakwimigaqo yawo nawuphi na omnye umthetho;

“**Ushishino**” luthetha nasiphi na isenzo sokuthengisa nokunikezelwa kweempahla;

“**UMasipala**” uthetha umasipala waseMbizana;

“**IBhunga likaMasipala**” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elasekwa ngokwecandelo 12 loRhulumente wasekhaya: Umthetho wamaCandelo ooMasipala ka-1998 (umthetho we-117 ka-1998);

“**Inkonzo zikaMasipala**” lithetha zonke inkonzo ezenziwa nguMasipala okanye egameni likaMasipala ekuqokelelweni kwenkonzo, ukucocwa kwelindle, imjelo yamanzi, uphuhliso, ukuqokelelwa kwempahla, ukugcinwa, ukucocwa, ukunikezelwa kwamanzi, igesi, umbane okanye inkonzo zikaMasipala

“**Imisebenzi yokuzisa inkonzo zikaMasipala**” lithetha yonke impahla kaMasipala, nayo neyiphi imisebenzi efanelekileyo ukuze oknye enxulumene neenkonzo zikaMasipala.

“**Iimpahla**” zithetha yonke impahla engasuswa kunye neziphilayo;

“**Indawo enqumlana kuyo indlela**” lithetha indawo enqumlana kuyo imigaqo ebekiweyo ngokoMthetho wezeNdlela kaZwelonke, ka-1996;

“**Ubumdaka**” buquka yonke into emdaka ngumthengisi okanye abathengi bakhe

“**Isithuthi**” zithetha izithuthi njengokuba zichazwa kwicandelo 1 loMthetho wezeNdlela kaZwelonke, ka-1996;

“**Umthetho wezendlela kuZwelonke**” lithetha umthetho wezendlela kuZwelonke (uMthetho wama-93 ka-1996);

“**Indlela yabahambi ngeenyawo**” lithetha indlela esecaleni yokuhamba njengoko kucacisiwe kumthetho wezendlela kuZwelonke”

“Ipropati” ngokunxulumene nomrhwebi wasezitalatweni, ithetha yonke into, impahla, isithuthi okanye indawo eyakhiweyo esetyenziselwa ukanye elungiselelwa ukusetyenziselwa izinto zolo shishino, yaye iquka izinto izinto azithengisayo;

“Isakhiwo soluntu” sithetha isakhiwo esisesikaRhulumente okanye uMasipala okanye esisetyenziswa nguye;

“Imonyumenti yoluntu” ithetha ezo monyumenti nezikhumbuzo zicacisiwe kumthetho kaZwelonke wamaGugu eSizwe ka-1999 (umthetho wama-25 ka-1999);

“Indawo yoLuntu” ithetha indawo yoluntu njengoko iucacisiwe kwicandelo lesi-2 LemiThetho yooRhulumente baseKhaya, ka-1939 (uMthetho we-17 ka-1939),

“Indlela kaWonkewonke” ithetha indlela kawonkewonke njengoko icacisiwe kwicandelo 1 loMthetho wezeNdlela kaZwelonke;

“Ukuthengisa” kuquka –

- (a) ukurhweba ngokutshintshisa, ukutshitshisa okanye ukurentisa;
- (b) ukubonisa, ukuveza, ukunikisa okanye ukulungiselela ukuthengisa;
- (c) ukugcina ngenjongo okuthengisa; okanye
- (d) ukunikezela ngenkonzo ukuze ufumane imbuyekezo yaye **“intengiso yezaphulelo”** **“ukuthengisa”** kunentsingiselo efanayo;

“Indlela ezisecaleni zokuhamba” zithetha indlela ezisecaleni zokuhamba njengokuba kukacisiwe kwicandelo 1 loMthetho wezeNdlela kaZwelonke, wama-93 ka-1996;

“Ifenitshala yasezitalatweni” ithetha nayiphi ifenitshala efakwe nguMasipala ezitalatweni ukuze isetyenziswe luluntu;

“Umrhwebi wasetalatweni” uthetha umntu oqhuba ushishino lokurhwebi esitalatweni;

“Urhwebo lwasesitalatweni” luthetha ukuthengiswa kwazo naziphi iimpahla okanye ukunikezelwa okanye ukucela ukunika nayiphi inkonzo ukuze afumane imbuyekezo kwindlela okanye indawo yoluntu ngurhwebi wasesitalatweni;

“Umthetho” uthetha uMthetho woShisino, ka-1991 (uMthetho wama-71 ka-1999); kunye nemigaqo ebhengezwe phantsi kwawo;

“Ungqameko lwendlela” luthetha ungqameko lwendlela njengoko lucazwe kwicandelo 1 loMthetho kaZwelonke weNdlela;

1. (1) Kule mithetho, ngaphandle kokuba umxholo unika enye inkcaza naliphi na igama okanye intsingiselo apho inkcazelo inxulunyaniswe noMthetho woShishino ka-1991 kufuneka uhambelane nale mithetho .
- (2) Ngenjongo yale miThetho kaMasipala isenzo esinye sokuthengisa, ukunikisa, ukunikezela ngeenkono kwindlela kawonkewonke okanye kwindawo yoluntu kuthetha urhwebo lwasesitalatweni.
- (3) Ngenjongo yale miThetho kaMasipala xa kuthethwa ngomntu oqhuba ushishino norhwebo lwasesitalatweni kuqukwa nabantu abamsebenzelayo.
- (4) Ngenjongo yale miThetho kaMasipala ukubhekisa nakowuphi umthetho kukubhekisa kuloo mthetho nakweminye imimiselo ebhengezwe phantsi kwawo;

Izinto ezingafanelanga ukuba zenziwe

1. (i) Akukho mntu uvumelekileyo ukuba aqhube ushishino lwasesitalatweni –
 - (a) Indawo echazwe nguMasipala ngokwecandelo 6A(2) (a) lalo mthetho njengendawo engavumelekanga ukuba kwenziwe urhwebo lwasesitalatweni kuyo;
 - (b) igadi okanye ipaki apho uluntu lunelungelo lokuba luyisebenzise; okanye
 - (c) kwindawo esecaleni kwe –
 - (i) -sakhiwo sikaRhulumente, esisetyenziswa nguye noMasipala kuphela;
 - (ii) icawa okanye indawo yokunqula;
 - (iii) isakhiwo esichaza ukuba yindawo yamagugu oluntu phantsi koMthetho kaZwelonke wamaGugu eSizwe ka-1999 (uMthetho wama-25 ka-1999);
 - (iv) umatshini webhanki wokukhupha imali.
 - (a) indawo engabanga ukuphazamiseka phambi kwe-
 - (i) -sixhobo sokucima umlilo;
 - (ii) Indawo yokungena okanye eyokuphuma kwisakhiwo

- (b) indawo apho iza kubanga ukuphazamiseka kwezithuthi
 - (c) indawo apho kuza kuphazamiseka abahambi ngeenyawo kwindawo yabo yokuhamba;
 - (d) kwisiqingatha sendlela yokuhamba uluntu esecaleni kwesakhiwo esisetyenziselwa ukuhlala kuphela; ukuba umnini wayo okanye umntu oyilawulayo okanye umntu ohlala kuyo uyala ukuba sisetyenziswe, size eso sikhaziso sakhe saziswe kulo mntu uqhuba ushishino lwasesitalatweni ligosa elinelungelo lokwenza loo nto.
 - (e) Kwisitandi okanye kwindawo esikwe ngumasipala ngokwecandelo 6A (3) (b) lalo Mthetho ukuba akanaso isiqinisekiso esibhaliweyo esichaza ukuba uqashe eso sitandi okanye londawo kuMasipala okanye sinikezelwe kuye eso sitandi; akufunekanga ashishine ngezinto ezaphula umthetho kunye nemimiselo ekweso sivumelwano; okanye
 - (f) Kwiimitha ezintlanu (5) zendawo ekunqumlana kuzo iindlela ecacisiwe kuMmiselo wama-322 oMthetho kaZwelonke wezoThutho ka-1996 (uMthetho wama-93 ka-1996).
- (2) Ngaphandle kokuba ukwenza olo shishino kuvunyelwe nguMasipala ngokwesivumelwano sebhodi efakwe okanye ebekwe ngumasipala kukwayilandela.

Izinto ezifanelekanga ukuba zenziwe

3. Umntu oqhuba urhwebo lwasesitalatweni akufunekanga –

- (a) alale kwindawo yolo shishino;
- (b) akhe nantoni na yokuzikhusela ngaphandle kwaleyo ivunywe nguMasipala.
- (c) angabeki impahla yakhe endleleni kawonkewonke okanye kwindawo yoluntu ngaphandle kwesithuthi okanye isikhoji apho aqhubela khona ushishino ngokuxhomekeke ukuba eso sithuthi okanye isikhoji asiphazamisani nokuhamba kwabahambi ngeenyawo okanye izithuthi.
- (d) aqinisekise ukuba impahla yakhe ayisithi indlela okanye indawo yoluntu ingaphezu kweemitha ezi-6 imitha-skwere (m^2) (ezinobona bude ubuzimitha ezi-3) okanye ngaphandle kokuba ivunywe nguMasipala kwaye ashiye isithuba esingaphantsi kweemitha eziyi-1.5 sokuhamba abantu esibalwe ngobudeki bevenkile athengisela phambi kwayo, kwakhona akasishiyi isithuba esingaphantsi kwemitha enye (1m) ukusuka kungqameko lwendlela;

- (e) angabeki okanye apakishe impahla yakhe ngendlela enokubangela ingozi kuye nawuphi na umntu okanye ipropati okanye enokulimaza nawuphi na umntu okanye ibangele umonakalo kuyo nayiphi ipropati.
- (f) angabeki mpahla zakhe endleleni kawonkewonke okanye kwindawo yoluntu apho kungekubalula ukuba zisuswe zisiwe kwindawo ekhuselekileyo, ndawo leyo ingeyondlela kawonkewonke okanye indawo yoluntu xa kuvalwe ushishino losuku;
- (g) angavali indlela eya kwizixhobo zokucima umlilo;
- (h) angabeki imithwalo nezinye iimpahla zakhe kwisakhiwo ngaphandle kwemvume yomnikazi sakhiwo, umntu ohlala apho ngokusemthethweni okanye osilawulayo;
- (i) ngokucelwa ligosa elisemthethweni likaMasipala okanye umniki-nkonzo zonxibelelwano okanye umbane okanye ezinye iinkonzo zikaMasipala ukuba asuse izinto zakhe ukuze kukwazi ukwenziwa nawuphi umsebenzi onento yokwenza nendlela kawonkewonke, indawo yoluntu okanye nayiphi na inkonzo enjalo;
- (j) angancamathiseli nangayiphi na indlela izinto kwisakhiwo, into eyakhiweyo, indlela yabahambi ngenyawo, umthi, imitha yokupakisha izithuthi, isibane, ipali, indawo yokufowuna, ibhokisi yeposi, ipali yomthetho wendlela, isitulo eside okanye neyiphi ifenitshala esesitalatweni okanye kwindawo yoluntu;
- (k) angenzi ushishino ngendlela –
 - (i) eza kubangela uphazamiseko
 - (ii) yonakalise okanye ingcolise nayiphi indlela kawonkewonke okanye nasiphi isakhiwo soluntu okanye sabucala; okanye
 - (iii) ibangele ukulibaziseka kwezithuthu kunye / okanye nengozi kwezempilo;
- (l) angabasi mlilo ongabangela ingozi kwimpilo okanye kwindalo kuye nawuphi umntu okanye ipropati okanye kuyo nayiphi na ifenitshala ekuthethwe ngayo ku-(j) apha ngentla;
- (m) angaphazamisani nokuba abantu bakwazi ukusenzisa indlela esecaleni bakwazi ukubona impahla ezixhonyiweyo kwifestile yalo venkile athengisela phambi kwayo okanye asithe ezo mpahla;
- (n) angavali indawo apho abahambi ngenyawo banqumla khona, indawo yokumisa yezithuthi okanye eyokothula imithwalo okanye ezinye iindawo zezithuthi okanye zabahambi ngenyawo;
- (o) angathinteli ukusetyenziswa kwefenitshala yasezitalatweni kunye nezinye izinto ezilungiselelwe ukuze zisetyenziswe luluntu;

- (p) asithe nayiphi ibhodi yemithetho yendlela ebekwe ngokoMthetho weNdllela Zwelonke kunye nemimiselo ebekwe phantsi kwayo nayiphi imibhalo okanye, izaziso ezibekwe ngokwale miThetho kaMasipala;
- (q) angaqhubi ushishino okanye athathe indawo okanye abeke impahla yakhe kwinxalenye yendlela yeenyawo esecaleni komgaqo okanye indawo yoluntu okanye kwindawo yoluntu ngokukhabana nebhodi okanye uphawu oluxhonywe okanye olubekwe nguMasipala ngenjongo yale miThetho kaMasipala;
- (r) ngaphandle kokuba usebenzisa into evunyiweyo okanye enikezelwe nguMasipala angenzi, alahle, agcine okanye abeke okanye enze okanye avumele ukuba kwenziwe, kulahlwe, kubekwe okanye kulahlwe nayiphi inkukuma kuwo nawuphi umhlaba okanye indawo okanye kuyo nayiphi indlela kawonkewonke okanye indawo yoluntu okanye kuyo nayiphi ipropati yoluntu okanye yabucala;
- (s) xa evala ushishino ebusuku kufuneka asuse impahla yakhe ashiye kuphela isakhiwo esivumelekileyo kuMasipala kwindawo engeyonxalenye yedlela kawonkewonke okanye indawo yoluntu.
- (t) angagcini iimpahla zakhe kwimijelo yokuhambisa amanzi ezikhukula, izindlu zangasese zoluntu, indawo yokulindela ibhasi okanye emthini; kwaye
- (u) angaqhubi ushishino kwindawo apho aya kukhabana naso nasiphi na isithintelo okanye umyinge ovunyelwe nguMasipala ngokwecandelo 6A (2) (a) lalo Mthetho.

4 Ucoceko

Umrhwebi wasetalatweni kufuneka-

- (a) ayigcine icocekile yaye ikwimeko esempilweni loo ndawo okanye eso siza aqhubela kuyo ushishino;
- (b) agcine indawo yakhe icocekile, isempilweni yaye igcinwe kwimeko efanelekileyo;
- (c) alahle inkunkuma yeshishini lakhe kuyo nayiphi imigqomo ebekwe nguMasipala ukuze uluntu lulahle kuyo izinto ezimdaka okanye kwindawo yokulahla inkukuma kaMasipala;
- (d) angalahli inkunkuma kwindawo ezingafanelekanga ezifana nemijelo yokuhamba amanzi;
- (e) aqinisekise ukuba xa uphela ushishino losuku loo ndawo ayisebenzisayo ayikho mdaka;

- (f) enze amanyathelo angangoko kufuneka okuthintela ukuchitheka kwamafutha, ioyile, okanye ioyile emnyama kwindlela kawonkewonke okanye indawo yoluntu okanye imijelo ehambisa amanzi ezikhukula xa eqhuba ushishino lwakhe;
- (g) aqiniseke ukuba akukho msi, umsi otsarhayo okanye ezinye izinto, amavumba nengxolo esuka kulo msebenzi wakhe ebangela uphazamiseko okanye ukungcoliseka kwalo naluphi na uhlobo; kwaye
- (h) Ngesicelo segosa elisemthethweni okanye i-arhente kaMasipala, asuse impahla ukuze kukwazi ukuba icocwe le ndawo okanye isiza athengisela kuso okanye kukwazi ukwenziwa iinkonzo zika Masipala ngokufanekileyo.

Imibhalo ecacisa indawo ekungavumelekanga nekungafanelekanga kushishinwe kuzo

- (1) UMasipala angathi, ngesindululo kunye nangecandelo 6A(2) (a) ukuya ku(j) walo Mthetho, abhengeze indawo ephantsi kolawulo lwayo njengendawo apho urhwebo lasesitalatweni lungavumelekanga okanye lunemithetho ethile, yaye kufuneka, ngokuthobela oko, abeke okanye enze iibhodi, imibhalo okanye ezinye izixhobo ezibonisa-
 - (a) ezona yure, iindawo, iimpahla okanye iinkonzo ekungavumelekanga okanye ezinemithetho ethile xa zikurhwebo lwasesitalatweni;
 - (b) iindawo ezinemida apho lungavumelekanga khona;
 - (c) imida apho kukho isiza esibekelwe bucala ngenjongo yokuqhuba ushishino lokurhweba esitalatweni;
 - (d) into yokuba eso siza sirentisiwe okanye kunikwe ngaso;
 - (e) neziphi izithintelo okanye ukuvunyelwa okunemiqathango okungahambisaniyo norhwebo lwasesitalatweni ngokwale miThetho.
- (2) UMasipala angabeka neyiphi imibhalo okanye izinto ezibonakalisa ukuba akuvumelekanga ukuba kuthengiswe kuloo mida okanye eso siza kuthethwa ngaso;
- (3) Umbhalo kufuneka umiliselwe ngokwale miThetho kaMasipala okanye nawuphi umthetho uya kusebenza njengesithintelo esazisa ukuba alumelekanga urhwebo lwasesitalatweni.
- (4) Lo mibhalo ingatshintsha kumatyeli ngamatyeli kwaye ibekwe nguMasipala ngenjongo yale miThetho kaMasipala yaye kufuneka ibe nefuthe elifanayo

nelemibhalo yemithetho yendlela ngokoMthetho kaZwelonke wezeNdlela, ka-1996 (uMthetho wama-93 ka-1996)

Ukususwa nokuthinjwa

6 (1) Igosa elisemthethweni lingasusa okanye lithimbe naziphi iimpahla zomrhwebi wasesitalatweni -

- (a) elisola ukuba zisetyenziselwa, ziza kusetyenziselwa, bezisetyenziselwa into enxulumene nomrhwebi lasesitalatweni; kwaye
- (b) elizifumene kwindawo apho umrhwebi lasesitalatweni lungavumelekanga kwaye licinga ukuba wophuliwe umthetho ongavumeli ukuthengiswa esitalatweni;

nokuba ezo mpahla zisemntwini okanye phantsi kolawulo lwakhe nawuphi na umntu ngethuba loko kususwa okanye ukuthinjwa

(2) Naliphi igosa elisemthethweni elisebenza ngokwecandelwano (1) elingasentla kufuneka, ngaphandle kwaxa iimpahla ezo zishiyiwe okanye zilahliwe, linike loo mntu oqhuba ushishino lokurhweba esitalatweni irisithi ebonakalisa iimpahla ethathiweyo nethinjiweyo risithi leyo kufuneka kwaye liquke nemiqathango edibanisa –

- (a) idilesi apho ezo mpahla zithathiweyo ziza kugcinwa khona kunye nethuba eziza kugcinwa ngalo;
- (b) imiqathango yokukhululwa kwempahla ezithinjiweyo; kunye
- (c) nokuthengiswa kwasesidlangaleni kwempahla ezingabangwanga.

o

(3) Ukuba nayiphi iimpahla ethathinjiweyo idityaniswe kwinto okanye isakhiwo kwaye loo mpahla iphantsi kolawulo lomntu okhoyo apho, naliphi igosa elisemthethweni likaMasipala lingayalela loo mntu ukubs ayisuse loo nto, yaye ukuba loo mntu akafuni okanye akaphumeleli ukuzisusa ezo zinto, unetyala lokophula umthetho.

(4) Xa umntu engaphumeleli ukulandela isigunyaziso sokuba asuse le mpahla kuthethwe ngayo kwicandelwana (3), naliphi igosa elisemthethweni likaMasipala lingathatha nawaphi amanyathelo afanelekileyo ukususa lo mpahla.

(5) Ayiloxanduva lwagosa likaMasipala, uMasipala, igosa lomthetho okanye umsebenzi kaMasipala nakuphi na ukulahleka okanye ukonakala kwempahla ebisuswe yathinjwa ngokwale miThetho kaMasipala.

Uxanduva olubalulekileyo labantu abaqhuba ushishino

8. Xa umqeshwa womntu orhwebayo esaphula omnye wale miThetho kaMasipala, nokuba kungokwezenzo okanye into angayenzanga, umqeshi lowo uthathwa ngokuba nguyey owophule umthetho ngaphandle kokuba umqeshwa uyayanelisa inkundla ukuba –

- (a) ukuba yena okanye akavumelanga oko kungathotyelwa komthetho; kwaye
- (b) yena uthathe amanyathelo afanelekileyo ukuthintela ukungatholelwa komthetho, ngokuxhomekeke ekubeni umqashi unike umyalelo othintelwa oko kungathotyelwa komthetho, loo nto xa iyodwa ayisosiqinisekiso saloo manyathelo.

Ukwaphulwa komthetho nezohlwayo

7. (1) Nawuphi umntu othi-

- (a) ophule okanye angaphumeleli ukuthobela imiyalelo yale miThetho kaMasipala;
- (b) angaphumeleli ukuthobela nasiphi isaziso ngokwale miThetho kamasipala, okanye
- (c) angaphumeleli ukuthobela nawuphi umyalelo osemthethweni onikwe ngokwale miThetho kaMasipala;
- (d) athintele okanye alibazise nawuphi ummeli osemthethweni okanye umqeshwa kaMasipala ekwenzeni imisebenzi yakhe phantsi kwale miThetho kaMasipala;
- (e) angaphumeleli okanye angafuni ukunika igosa ulwazi elinokulufuna ngenjongo yokusebenzisa amagunya okanye imisebenzi yalo phantsi kwale miThetho kaMasipala okanye alinike ulwazi olungeyonyani okanye olulahlekisayo esazi ukuba aluyonyani yaye luyalahlekisa;
- (f) enze okukhabana okanye angaphumeleli ukulandela le miThetho kaMasipala; okanye
- (g) angaphumeleli ukuthobela imiqathango yesaziso esisemthethweni asinikwe ngokwale miThetho kaMasipala;

unetyala lokophula umthetho yaye ujongene nesigwebo okanye ukubajwa ithuba elingadlulanga kwiinyanga ezili-12 okanye zombini, isigwebo nokubanjwa.

Ukucinywa kwemiThetho kaMasipala yokuRhweba ezitalatweni

9. Ukucinywa kwawo nawuphi uMthetho kaMasipala onxulumene norhwebo lwasesitalatweni nguMasipala ucinywa kuba unxulumana nezinto ezinikwe kule Mithetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane nokuqaliswa

11. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala yokuRhweba esiTalatweni yaye iya kusebenza ngosuku oluya kubekwa liBhunga likaMasipala.

No. 28

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO YEEBHASARI

UYILO LOKU-1

UMphathi Masipala kaMasipala waseMbizana ngokwecandelo le-13 loRhulumente wasekhaya: uMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundwa kunye necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yeebhasari zikaMasipala waseMbizana, eyamkelwe liBhunga likaMasipala

Inkcazelo

1. Kule miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo ucacisa ngolunye uhlobo –

“**Umthetho**” uthetha uMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala boRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000);

“**umntu oxhaswa ngebhasari**” uthetha umhlali okanye umntu oxhomekeke kumhlali lowo, onikwe iBhasari;

“**ibhasari**” zithetha ingxowa esekwe nguMasipala ngokwecandelo 79 (51) loMthetho woRhulumente waseKhaya, ka-1939, ufundwa necandelo 68 lalo Mthetho ukuze kunikezelwe ngebhasari ngenjongo zokufunda nalapho uMasipala akwaziyo ukufaka loo mali agqibe kuyo amaxesha ngamaxesha;

“**isifundo**” sithetha isifundo soqeqesho lwezakhono, okanye imodyuli yoqeqesho olukhokelela ekufunyanweni kwesidanga, idiploma okanye isatifiketi okanye nayiphi na inxenye yayo enenani elithile lezifundo okanye iimodyuli ezigqitywe ngethuba elibekwe liziko lemfundo, kunye/okanye nabaphathi becandelo lezefundo noqeqesho (iSETA) nelivunye ngumasipala;

“**Iziko lemfundo**” lithetha iziko elibhaliswe njengeYunivesithi, iKholeji, iTeknikhon elinye iziko lemfundo eqhubekayo okanye imfundo ephakamileyo noqeqesho

“**Umnikezeli ngezifundo zoqeqesho lwezakhono**” uthetha iziko, umbutho ovunyiweyo nguRhulumente waseKhaya kunye neCandelo lezeMfundo noQeqesho ngaManzi, okanye ezinye iiSETA ezifanelekileyo, nezibhaliswe njengangamaziko onikezela ngemfundo yoqeqesho lwezakhono ngokuhambelana neSakhelo seziQinisekiso zeMfundo zikaZwelonke, i*National Qualifications Framework*.

“**inzala**” ithetha ixabiso lemali elibalwe kwimali engekabhathaleki kwibhasari ukusuka kusuku lokuqala lwenyanga nganye ngokwezinga lenzala elixelwe nguMasipala kumaxesha ngamaxesha nethi yongezwe kwiSibonelelo semfundo qho ngenyanga;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elicaciswe kwicandela lama-59 lifundwa necandela 81(2) loMthetho weeNdlela zokwenza zooMasipala boRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ngokweCandelo 157(1) loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108, ka-1996), okanye umntu obekwe ngumthetho okanye isindululo sikaMasipala ukuba ammele;

“igosa” lithetha umqeshwa ogama lakhe livela kwiincwadi zabaqeshwa abasisigxina bakaMasipala;

“UMthetho weZakhono”uthetha iindleko ngokubhekiselele-

- ❖ Ukuhlawulwa komchwethezi oqeqeshiweyo emva kokufakwa koqikelelo lwentlawulo ngumhlali okanye igosa
- ❖ Ukuhlawulwa komjongi weempazamo kuchwethezo oqeqeshiweyo okanye umsebenzi wolwimi emva kokufakwa koqikelelo lwentlawulo ngumnini webhasari/ umboleki;
- ❖ Iindleko zokuprinta nokudibanisa isikriphi, idizeteyishini okanye ithisisi ngokuhambelana neemfuno zobuchwepheshe nomgangatho zelo ziko lemfundo

“Umhlali” uthetha nawuphi umntu yena ngokwakhe okanye abazali bakhe abahlala kwindawo kaMasipala waseMbizana ngexesha lokufakwa kwesicelo;

“IsiCwangciso seZakhono zaseMsebenzini” sithetha isicwangciso soqeqesho, esenziwe savunywa nguMasipala ngokoMthetho woKhuliso lweZakhono, ka-1998 (uMthetho wama-97 ka-1998) nesifakwa kwiLGW SETA qho ngonyaka.

IZIBONELELO ZEMFUNDO ZABAHLALI

INjongo neXabiso lebhasari

2.(1) UMasipala unokubekela bucala ixabiso kwiimali zakhe okanye kwizipho zemali azifumeneyo ngenjongo yokukhupha iibhasari kunyaka ngamnye aze akhangele inani leebhasari ezinokukhutshwa kuloo nyaka.

(2) UMasipala unokunika-

- (a) iibhasari qho ngonyaka, ekhuphela abafaki-zicelo abavunywe nguMasipala ngenjongo yokunceda abo bafaki-zicelo ukuba bafunde ikhosi ethile;

- (b) umntu omnye iibhasari ezingaphezu kwesinye ngokubhekiselele ekufundeni ikhosi enye, ukuba loo bhasari yesexabiso elibekiweyo ngonyaka;
- (c) ibhasari yomfaki-sicelo ofunda okanye oceba ukufunda ikhosi kwiziko lemfundo ephakamileyo elibhalisiweyo elilapha kwiRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika;
- (d) ibhasari kumntu onabazali bakhe asele behleli ubuncinane beminyaka emibini kwindawo kamasipala ngomhla obhalwe kweso sicelo,

(3) Kuya kujongwa kuqala abafaki bezicelo abasuka kumakhaya achazwe njengahluphekayo ngokwePolisi yokuHleleleka kaMasipala.

Ezona zimfuno ziphambili zokukhethwa kwabafundi

3.(1) Iibhasari zifumaneka kuzo zozibini izini, kubazali abahleli kumhlaba kaMasipala ithuba elingaphezu kweminyaka emibini okanye abahlawulela iinkonzo zikamasipala. Izicelo ezisuka kubafundi abafunda kwizikolo eziphakamileyo (Gr 10-12) kwindawo kaMasipala ziya kujongwa kuqala.

(2) UMasipala uya kujonga isicelo sebhasari ngokuxhomekeke kukukwaneliseka kwakhe kukuziphatha kakuhle, nangokuphumelela kakuhle okudizwa ziziphumo zezifundo eziziqithileyo, okanye isatifiketi sematrikhi.

(3) Ikomiti kufuneka inike iibhasari kubafundi abavunyiweyo unyaka ngamnye ngeenjongo zokufunda imfundo engaphaya kwematrikhi, xa befundela ikhosi engadulanga kwiminyaka emine ngokuxhomekeke ekubeni umnini-bhasari kufuneka afake isicelo sokuvuselela ibhasari qho ngonyaka.

(4) Ikhosi efundwayo nganye kufuneka ihambelane nemisebenzi kaMasipala.

Isivumelwano seBhasari

4. (1) UMasipala nomnini-akhawunti kufuneka phambi kokuba ibhasari ibhatalwe, asayine isivumelwano esibhaliweyo esihambelana nale miThetho kaMasipala.

(2) UMasipala kufuneka athathele umnini-bhasari i-inshorenisi yobomi egameni lomnini-bhasari ilingane nexabiso leBhasari iminyaka elingana naleyo afunda ngayo, kunye neminyaka emihlanu ngaphezulu koko aze ayinike kuMasipala, iindleko zokuhlawulela loo polisi ziya kwengezwa kuloo mali-mboleko.

IMIQATHANGO YEBHASARI

Ukuhlawulwa kweBhasari

5.(1) UMasipala makahlawule ixabiso leBhasari kwiziko afunda okanye aceba ukufunda kulo loo khosi ebhatalwa yona iBhasari, ngaphandle kokuba umnini-bhasari ufake isicelo esibhaliweyo sokuba kungenziwa njalo.

(2) Imali esele kuloo bhasari emva kokutsalwa kwazo zonke iimali neentlawulo zaloo khosi kuloo nyaka, kufuneka inikwe umnini-bhasari.

Ukuyekwa kokufundwa kwekhosi

6(1) Ngokuxhomekeke kwimigaqo ekwicandelo 7(9) no-(10, umnini-bhasari kufuneka emva kokugqiba okanye ukuyeka ukufunda ikhosi okanye ukuba uyiyeka phakathi ikhosi asebenzele uMasipala ithuba elilingana neminyaka echithwe kwelo ziko lemfundo, kungenjalo ixabiso leBhasari, likunye nenzala kufuneka-

- (a) lihlawulwe kuMasipala ngendlela yezavenge ezilinganayo zenyanga ezihlawulwa ngomhla okanye phambi komhla wesi-7 wenyanga nganye ithuba leminyaka emihlanu ukususela kumhla wokuqala kaEpreli wonyaka olandela unyaka loo mntu agqibe ngawo loo khosi kwelo ziko lemfundo.
- (b) ngokuxhomekeke ekuvumeni okubhaliweyo kukaMasipala, ukubuyiswa kwemali kungaqala zingaphelanga iinyanga ezimbini zokuqeshwa komnini-bhasari.

(2) Ngenjongo yecandelwana (1), umhla wokugqitywa kwekhosi okanye umhla wokuyekwa kwaloo khosi uya kuba nguloo mhla ubhalwe kwileta ebhalwe ngumphathi weziko elo ibhalelwa uMphathi ka Masipala, okanye ibhalwa ngumntu ogunyaziswe nguloo mphathi.

(4) UMasipala unelungelo lokubanga ukuhlawulwa ngoko nangoko kwentlawulo yayo yonke imali eseleyo yexabiso leBhasari, ikunye nenzala, ngenkundla yamatyala ukuba umnini-bhasari aphanzele kuMasipala okanye ahlawule izavenge ekuthethwe ngazo kwicandelo 6 ngomhla ofanelekileyo.

IBHASARI ENIKWA AMAGOSA KAMASIPALA

Ezona mfuno ziphambili zeeBhasari zamagosa

6. (1) Igosa kufuneka lifake isicelo esibhaliweyo seBhasari ngefomu elungiselelwe lenjongo aze kweso sicelo afake zonke iinkcukacha zaloo khosi icetywayo okanye izifundo zoqeqesho lwezakhono ngokubhekiselele kwizifundo neemodyuli, ngokunjalo neziko lemfundo eziza kufundelwa kuzo iiklasi, izikhokelo zezifundo okanye imathiriyeli yekhosi eza kufunyanwa kunye nemathiriyeli yokufunda eza kufunyanwa.

(2) UMasipala makahlawule ibhasari ngokuyifaka ngqo kwelo ziko lemfundo okanye umniki wezifundo zoqeqesho lwezakhono esakunikwa iakhawunti okanye umniki wemfundo yoqeqesho lwezakhono okanye kumboleki ofanelekileyo ekufakeni irisithe eyanelisa uMasipala.

(3) Nayiphi ikhosi okanye izifundo zoqeqesho lwezakhono, elandelwa ngumqeshwa onikwe imali yebhasari, kufuneka ibe nento yokwenza nezenzo zikaMasipala.

(4) Ibhasari makangayinikwa umqeshwa ngaphandle kokuba uMasipala uyivumile ikhosi azimisele ukuyilandela umqeshi lowo.

(5) Phambi kokuba iBhasari ihlawulwe kuMasipala-

(a) isivumelwano esibhaliweyo esiphakathi kwaloo mqeshwa noMasipala makungenwe kuso, apho kuzalisekiswa imigaqo yecandelo 6 lemiThetho kaMasipala;

(b) xa kunokwenzeka asweleke okanye afumane inkubazeko, makangayibuyiselwa uMasipala ukuba kufakwe isatifiketi sokusweleka okanye ubungqina obubhaliweyo benkubazeko leyo.

(6) Ukuba umnini-bhasari akaphumeleli ukuphangela kuMasipala akugqiba ikhosi, elo xabiso lebhasari, likunye nenzala, kufuneka libuyiswe ligosa elo kubuncinane beenyanga ezili-12 ngezavenge zenyanga ezilinganayo eziqala kusuku lokuqala lwenyanga emva komhla wokuba engakwazanga ukuphangelela uMasipala.

(7) Ukuba igosa lithi, nangasiphi na isizathu, liyekise inkonzo yalo noMasipala libe lingekazifumani iziphumo okanye libe lingaphumelelanga, loo mali iseleyo yebhasari mayibuyiswe ngoko nangoko.

(8) UMasipala unelungelo, ngokokubona kwakhe, lokurhoxisa ibhasari yelo gosa, ukuba elo gosa linetyala lokungaziphathi kakuhle, okanye aliqhubi kakuhle kwizifundo zalo, okanye alilandeli naziphi izibophelelo ngokwale miThetho kaMasipala okanye ngokwesisivumelwano sebhasari yaye umnini-bhasari kufuneka asebenzele uMasipala iminyaka elingana naleyo ichithwe kwelo ziko okanye ahlawule loo bhasari kunye nenzala.

(9) Igosa elihlawule izifundo zaso laza layigqiba ikhosi, imodyuli okanye izifundo zoqeqesho lwezakhono okanye inxenye yazo ngempumelelo linokubuyekezwa ngeemali zokufunda kwazo emva kokufakwa kobungqina beerisithi kunye neziphumo zeemviwo zifakwa liziko lezemfundo kuMasipala yaye xa zifakiwe imigaqo yecandelo 12(3) isebenza kunye notshintsho olufanelekileyo kwelo gosa, ukuba iifomu zesicelo sebhasari ziye zazaliswa ligosa.

(10) Ukuba nayiphi imigaqo yale miThetho kaMasipala akakacacisanga ncam phantsi kwesihloko esithi “iiBhasari zabaHlali, iiBhasari okanye iiBhasari zamagosa, okanye iibhasari zabantu abaxhomekeke kumagosa”, uMasipala uyekelwe ukuba enze isigqibo sakhe sokugqibela ngokokucinga kwakhe.

Iibhasari zabantu abaxhomekeke kumagosa

7. (1) Igosa malifake isicelo esibhaliweyo seBhasari yomntu oxhomekeke kulo kwifomu ebekelwe loo njongo lize kweso sicelo lifakwe zonke iinkcukacha zaloo khosi icetywayo, imodyuli okanye izifundo zoqeqesho lwezakhono ngokubhekisele kwizifundo okanye kwiimodyuli, ngokunjalo neziko lernfundo ezifundelwa kulo iiklasi, izikhokelo zezifundo okanye iikhosi okanye izifundo zoqeqesho lwezakhono eziya kufundwa kunye nemathiriyeli yokufunda eya kufumaneka kuyo imathiriyeli.

(2) Iibhasari uMasipala makayihlawule ngqo kwiziko elo lemfundo, xa enikwa iakhawunti okanye kuloo mboleki xa efake irisithi eyanelisa uMasipala.

(3) Phambi kokuba ibhasari ayihlawule uMasipala, kufuneka kubekho isivumelwano esibhaliweyo phakathi kwaloo mqeshwa noMasipala ngokwemigaqo yecandelo 6 lale miThetho kaMasipala,

(4) Ukuba loo mntu uxhomekeke kwelo gosa akaphumeleli ukusebenzela uMasipala xa egqiba loo khosi ebeyifunda, loo mali yebhasari, ikunye nenzala ebalwe kuloo mali ingekahlawulwa kufuneka elo gosa liyibuyise ngezavenge zenyanga ezili-12 ukuqala ngosuku lokuqala lwenyanga elandela umhla lokukhutshwa kwetshekhi.

(5) Ukuba igosa lithi nangasiphi isizathu liyeke inkonzo yalo kuMasipala, loo mali isaseleyo yebhasari mayibuyiswe ngoko nangoko, kodwa uMasipala unalo ilungelo lokuyitsala loo mali kumvuzo wokugqibela wegosa elo aze ashiye imali efanele ukuhlawulwa elo gosa ukuze kugqibezeleke loo mali-mboleko.

Ukunikwa kwebhasari nokufakwa kwezicelo

8. (1) Iibhasari zinokunikwa kubasebenzi abafanelekileyo ngokwesindululo seBhunga likaMasipala ukuze angene kuloo khosi okanye okanye loo ndawo iseleyo kwelo ziko zemfundo.

(2) Abasebenzi kufuneka bafake isicelo esibhaliweyo kuMphathi kaMasipala phambi komhla we-15 kuJanyuwari lwaloo nyaka weBhasari yaye kwesi sicelo kufuneka afake zonke iinkcukacha zolo qeqesho lwemfundo lwelo xesha, ikhosi ecetywayo, exela ezona zifundo ziphambili kunye nezinye kunye neziko lemfundo ekufuneka izifundo zenziwe kulo okanye ekuza kufundwa kulo kunye necandelo lezo nkonzo zikaMasipala aqeshwe kuzo loo msebenzi.

(3) IBhasari ayinakunikwa umqeshwa phambi kokuba uMasipala avume loo khosi afuna ukuyilandela kunye neemali okanye intsalela yazo. Ukuba umsebenzi wayekhe wanikwa

ibhasari uya kufaneleka kwenye ibhasari emva kokuba efumene iziphumo zexesha eliphelileyo.

(4) UMasipala unokuthi ngokokubona kwakhe, avume okanye akhabe isicelo sebhasari kodwa athi akuyivuma ibhasari uMasipala, kufuneka kukhutshwe isatifiketi sinikwe umqeshi ukuba asifake kwelo ziko lemfundo, ukwenzela ukuba lingabizi mali kuloo mqeshwa malunga neemali zemfundo ngethuba lobhaliso.

Injongo nexabiso leeBhasari

9. (1) UMasipala kufuneka anike iibhasari kubasebenzi ukwenzela -

- (a) ukuhlawula iimali zezifundo (kuquka neemali zobhali) zaloo khosi okanye intsalela yaloo khosi loo mqeshwa ayibhalisele kwelo ziko lemfundo ukuzama ukunceda umqeshwa ukuba afumane olo qeqesho kunye nezifundo zemisebenzi yamagunya asekuhlaleni engakhange angene engxakini ngokwezimali; kunye
- (b) neencwadana ezifanelekileyo.

(4) Ukubuyiswa kwemali ngokokusetyenziswa kwayo (iprorata), kubalwa ngokwenani lezifundo eziphunyelelweyo, kufuneka kwenziwe kumqeshwa ozihlawulelayo izifundo zakhe, ngokuxhomekeke ekubeni uMasipala uyivumile loo khosi okanye loo ndawo iseleyo umqeshwa lowo afuna ukuyilandela phambi kokuqala konyaka ngamnye wekhosi yesifundo yaye loo mqeshi uyavuma ngokusayiniweyo ukuhlala kwinkonzo kaMasipala kwiinyanga ezili-12 ezilandelelanayo, ukususela kumhla anike ngawo ubungqina bezifundo eziphunyelelweyo.

Ukubuyiswa kweBhasari ekuyekweni kweenkonzo ngethuba ekwikhontrakhti

10. Kwimeko yomqeshwa oshiya inkonzo kaMasipala ngaso nasiphi na isizathu, ngalo naliphi na ixesha, phambi kokugqiba ithuba lekhontrakhti yakhe, unyanzelekile ukuba abuyise ngoko nangoko imali kaMasipala ebalwe ngokokuba inkonzo enikwe ngenyanga iyalingana ne-1/12 yemali ayihlawuliweyo, yaye kuloo meko uMasipala unokufaka neemali ezibekwe kwicandelo 12(a).

Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala

11. Imigaqo yayo nayiphi imiThetho kaMasipala ephathelele kwiibhasari ezikhutshwa nguMasipala iyayekiswa ngokwendlela ehambelana ngayo nemiba ekule miThetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane

12.(1) Le miThetho ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yeeBhasari yaye iya kuqala ukusebenza ngomhla okanye imihla eya kubekwa liBhunga ngokupapashwa yiGazethi yePhondo.

(2) UMasipala unokubeka imihla eyahlukeneyo yokusebenza kwayo kwiindawo ezahlukeneyo.

No. 29

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA EBHEKISELE
KULAWULO LWEENDAWO ZOKUZONWABISA**

UYILO LOKU-1

IMITHETHO KAMASIPALA EBHEKISELE KULAWULO LWEENDAWO ZOLUNTU ZOKUZONWABISA

Kwaziswa ngokuhambelana necandelo le-13 loMasipala waseKhaya woMthetho ka-2000 weeNkqubo zikaMasipala (uMthetho nomb. 32 ka-2000) ukuba iBhunga likaMasipala waseMbizana lipapasha iMithetho kaMasipala yoLawulo lwezixhobo zoluntu zokuzonwabisa njengoko kubekiwe apha ngezantsi:

ISALATHISO

1. Iinkcazelo
2. Ukusetyenziswa kweMithetho kaMasipala
3. Ukucwangciswa kweendawo zokuzonwabisa
4. Ukuxhaswa ngezimali kunye nokuphuculwa kweendawo zokuzonwabisa
5. Okusingqongileyo, ezemidlalo kunye nezolonwabo
6. Ukulawulwa kweendawo zokuzonwabisa
7. Ukungavunyelwa kokungena kwindawo zokuhlala ezisezipakini nakwiindawo zokuzonwabisa kunye nokwafelwa ukwenza izenzo ezithile apho
8. Isizathu sokunikwa imvume yokungena okanye ukuhlala kwizakhiwo wokuzonwabisa kunye nomhlaba wazo zinokunikezelwa
9. Ukuthengiswa kokutya
10. Ukuthengiswa kwezinye izinto
11. Iintlawulo ezibhekisele ekusetyenzisweni kweendawo zokuzonwabisa zikaMasipala
12. Iinkqubo zokhuseleko ezimele ukuqwalaselwa
13. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala
14. Isihloko esifutshane kunye nokusungulwa kwayo

Iinkcazelo

1. Kule Mithetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“isilwanyana” sithetha yonke into esisilwanyana;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana kunye nalo naliphi igosa elithunyelwe nguMasipala ukubalenze amagunya kunye nemisebenzi ebhekisele kule Mithetho kaMasipala egunyaziswe nguMasipala;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iindawo zokuzonwabisa zikaMasipala” zithetha iipaki, iiholo zoluntu, **amathala encwadi**, amabala emidlalo kunye nekaMasipala;

“iindawo zokuzonwabisa” zithetha iindawo zolonwabo zikaMasipala.

Ukusetyenziswa kwale Mithetho kaMasipala

2. (1) Le Mithetho kaMasipala izakusetyenziswa kwingingqi yolawulo lukaMasipala ukusukela ngomhla wokubhengezwa kwayo.

(2) Le Mithetho kaMasipala ayiyi kusetyenziswa kuMasipala njengoko ibhekisele kwimicimbi apho kukho iMithetho yePhondo okanye kaZwelonke ekhoyo endaweni yayo kuMasipala, mithetho leyo ibandakanya loo micimbi. Le Mithetho kaMasipala ayisetyenziswa apho ithetha imicimbi ephathwa yiPalamente kaZwelonke okanye yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo esebenza kooMasipala apho olu wiso-mthetho lwePalamente kaZwelonke okanye indlu yoWiso-mthetho iqwalasela loo micimbi.

Ukucwangciswa kweendawo zokuzonwabisa

3. UMasipala xa ecwangcisa ezo ndawo zokuzonwabisa zezemidlalo kunye nezolonwabo uya kuqinisekisa ukuba ingqwalaselo ekhethekileyo ijoliswa kukufikeleleka kwabantu kunye nababukeli abanenkubazeko kwezo ndawo zezemidlalo.

Ukuxhaswa ngezimali kunye nokuphuculwa kweendawo zokuzonwabisa

4. (1) UMasipala unokwakha intsebenziswano neminye imibutho yezemidlalo enomdla kwezemidlalo, ulonwabo kunye nentatho nxaxheba yabantu ukuze-

(a) afumane uncedo lwemali ngasekwandeni kwentatho

nxaxheba yabantu kwezemidlalo nakwiinkqubo zolonwabo kunye neenkonzo; kwaye

- (b) abonelele ngezixhobo eziphathekayo kwezemidlalo kunye nolonwabo.
- (2) UMasipala uya kuqinisekisa ukuba-
 - (a) umntu wasetyhini;
 - (b) ulutsha oluhamba isikolo kunye nabangasasihambiyo isikolo;
 - (c) umntu onenkubazeko;
 - (d) Umntu omdala; kunye
 - (e) nabantu abangakhathalelwanga basezilalini abakwingingqi kaMasipala babengabokuqala kwiinkqubo ezijongene nokuphuculwa kunye nokuhanjiswa kwezixhobo zezemidlalo kunye nolonwabo.

Okusingqongileyo, ezemidlalo nezolonwabo

- 5. Yonke imicimbi yezemidlalo nokuzonwabisa kufuneka iqhutywe ngendlela engazukuchaphazela indalo ngokungalunganga.

Ukulawulwa kweendawo zolonwabo

- 6. (1) UMasipala kufuneka alawule, agcine ulawulo lweendawo zolonwabo kwingingqi kaMasipala:
- (2) UMasipala uno-
 - (f) kwakha kwaye, andise ezo ndlela, iibhlorho, izakhiwo, amadami, amacingo, isithintelo-maza, udonga olunqanda ulwandle, indlu yephenyane, imigangatho yokwehla, iindawo zokubophelela inqanawa, iipuli, amatonela olwandle kunye namanzi ahamba ngaphantsi kunye nokuphatha eminye imisebenzi njengoko kunokuthathwa njengokufanelekileyo kulawulo nokugcinwa kweendawo;
 - (g) kuthatha loo manyathelo njengoko eya kuqinisekisa ukuba ukhuseleko lweendwendwe izilwanyana kunye nobomi bezityalo kunye nokukhathalelwa kwezakhiwo zeendawo kunye nezilwanyana kunye nezityalo ezikhoyo kulo meko yendalo;

- (h) kubonelela ngokutya neziselo kwiindwendwe zendawo;
- (i) kuqhuba naliphi ishishini okanye urhwebo ngelokunceda iindwendwe eziye ezipakini nakwezinye iindawo zokuzonwabisa;
- (j) kunika naziphi iinkonzo zokunceda iindwendwe kwipaki kwezakhiwo zokuzonwabisa;
- (k) kuseka, andise, alungiselele kwaye agcine nasiphi isakhiwo, indawo okanye indawo yokugcina iimpahla eyimfuneko ekusetyenzisiweni kweso sakhiwo;
- (l) kumisela ezo ntlawulo ziza kuhlawulelwa imvume yokungena okanye eyokuhlala kwizakhiwo zokuzonwabisa;
- (m) kugunyazisa nabani na ukuba aqhubeke ngokubhekisele kwimiqathango kunye nokuhlawula ezo ntlawulo njengoko uMasipala enokubona njengokufnelekileyo kuwo nawuphi umsebenzi ngaphandle kokuthengiswa kotywala nokunokuqhutywa nguMasipala ngokwale miqathango yeli candelo;
- (n) uMasipala unokuqeshisa okwethutyana okanye nangayiphi indlela enze ukuba ubekhona nawuphi na umhlaba, isakhiwo, indawo okanye enye indawo engenye efunyenwe okanye emiselwe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala kunye nezigqibo ekugqitywe ngazo naloo mntu.

Ukungavunyelwa kokungena kwindawo zokuhlala ezisezipakini nakwiindawo zokuzonwabisa kunye nokwalelwa ukwenza izenzo ezithile apho

7. (1) Akukho mntu ngaphandle kwegosa okanye umsebenzi osebenza phantsi kwegunya likaMasipala uno-

- (o) kungenisa okanye ahlale epakini kwindawo yezemidlalo okanye kwiholo yoluntu ngaphandle kwemvume kaMasipala okanye eyalo naliphi igosa okanye umsebenzi ogunyaziswe ukuba anike loo mvume;
- (p) kuhambisa isixhobo, isidubuli okanye ityhefu epakini, kwindawo yezemidlalo, eyoluntu okanye kuyo nayiphi indawo yoluntu yolonwabo okanye abe naso nasiphi isixhobo, izigu zoqhushumbiso okanye ityhefu;
- (q) kuzingela epakini nakwindawo yezemidlalo okanye ngapha ngabom okanye ngokungakhathali abulale okanye enzakalise isilwanyana;

- (r) kuthatha, onakalise, atshabalalise naliphi iqanda okanye nayiphi indlwana yentaka okanye athathe ubusi kwindlu yeenyosi epakini okanye kwindawo yezemidlalo;
- (s) kubangela umlilo wedlelo ngabom okanye ngokungakhathali okanye nawuphi umonakalo kuyo nayiphi into yenzululwazi ngezakudala ngokwakhiwa komhlaba, yezembali, ezenzululwazi ngeentlanga, yezaselwandle yezemfundo okanye ezinye izinto zobungcali ezenza umdla epakini, kwiholo yoluntu, okanye kuyo nakweyiphi indawo yokonwabisa uluntu;
- (t) kuzisa naziphi izilwanyana okanye avumele naziphi izilwanyana zasekhaya ukuba ziphambukele kwindawo yokonwabisa uluntu okanye zingene kwindawo yokonwabisa uluntu;
- (u) asike, onakalise, asuse okanye atshabalalise nawuphi umthi, okanye nayiphi inxalenye yawo, iinkuni, ingca okanye esinye isityalo (kuquka nasiphi isityalo saselwandle) endaweni yokonwabisa uluntu;
- (v) kususa imbewu kuwo nawuphi umthi okanye esinye isityalo esisesinye kwindawo yokonwabisa uluntu ngaphandle kwemvume kaMasipala okanye naliphi igosa okanye umsebenzi ogunyaziselwe ukunika loo mvume;
- (w) kutyisa nasiphi isilwanyana epakini okanye kwindawo yezemidlalo;
- (x) kuqhuba isithuthi kwindawo yokonwabisa uluntu ngaphandle kwelayisensi sebenzayo okanye avumele nabani na ongomnye ukuba aqhube isithuthi kwindawo yokonwaba yoluntu ngaphandle kwelayisensi eyamkelekileyo yokuqhuba.

Isizathu sokunikwa imvume yokungena okanye ukuhlala kwizakhiwo wokuzonwabisa kunye nomhlaba wazo

8. (1) Imvume yokuhlala okanye ukungena kwizakhiwo zokuzonwabisa okanye kwiholo zoluntu ngemicimbi yokuzonwabisa engenye inokunikezelwa ngokubhekisele kwezo meko njengoko kunokuthathwa njengokufanelekileyo kwaye, kufuneka inikezelwe kuphela ngenjongo-
- (c) zempilo, zemfundo, zokuzonwabisa okanye imicimbi ebhekisele apho;
 - (d) zayo nayiphi intengiselwano yeshishini elisemthethweni naye nabani na okanye ngokubhekisele kuye nabani ongaphakathi kwezakhiwo;

- (e) zokwenza nabani na osebenza kuRhulumente okanye kulawulo lwePhondo ukuba abenako ukwanza nayiphi imisebenzi yasebuRhulumenteni.

Ukuthengiswa kokutya

9. (1) Ngaphandle kokuba kubekwe ngenye indlela kule Mithetho kaMasipala umntu ogunyaziswe ukusetyenziswa kweendawo zolonwabo okanye umntu onikezelwe nguMasipala naziphi iinkonzo ezichazwe kule Mithetho kaMasipala kufuneka enoxanduva lokuhlawula uMasipala intlawulo yoko.
- (2) Nabani na onomnqweno wokusebenzisa nayiphi indawo yokuzonwabisa kaMasipala kufuneka ke ngoko afake isicelo kwifomu emiselweyo nguMasipala kwiintsuku ezisixhenxe phambi kokuba isetyenziswe.
- (3) Kufuneka kuhlawulwe ubuncinci iipesenti ezilishumi zengeniso ngokusetyenziswa kweendawo zikaMasipala zokuzonwabisa koluntu.
- (4) UMasipala unokukhulula nabani okanye nawuphi umbutho ekuhlawuleni intlawulo echazwe kwicandelwana
- (5) Intlawulo ekhankanywe kwicandelwana (3) kufuneka ihlawulwe kuMasipala kwisithuba sexesha leentsuku ezintathu emva komnyhadala.
- (6) UMasipala unokumisela nayiphi intlawulo emayihlawulwe ngokusetyenziswa kweendawo zakhe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala.
- (7) Nabani othe wasilela nakweziphi iintlawulo ezikhankanywe kweli candelo ngokubhekisele kwiinkonzo ezinikezelwe nguMasipala kufuneka afunyanwe enetyala.

Iinkqubo zokhuseleko ezimele ukuqwalaselwa

12. IBhunga kufuneka ligcine iindawo zoluntu zokuzonwabisa ngokuhambelana namagatya oMthetho ka-2000 woLawulo lweeMeko zikaxakeka.

Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

13. (1) Nawuphi umthetho osetyenziswa kulawulo lukaMasipala nobhekisele kulawulo leendawo zokuzonwabisa ubhangisiwe apho uchasene nale Mithetho kaMasipala.

- (2) Ukubhangiswa kuya kuqala ukusebenza emva kokubhengezwa kwale Mithetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane kunye nokusungulwa kwayo

14. Le Mithetho kaMasipala iya kubizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yokuLawulwa kweeNdawo zoLuntu zokuzoNwabisa kwaye, iya kuqala ukusebenza emva kokuba ipapashwe kwiGazethi yePhondo.

No. 30

UMASIPALA WASEMBIZANA

IMITHETHO KAMASIPALA YOLAWULO LOKUTYA

UYILO

UMphathi kaMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loMthetho woRhulumente weNdawo; neeNdlela zokwenza zikaMasipala, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), ufundeka necandelo 162 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho 108 ka-1996), lupapashwe nguMasipala waseMbizana: iMithetho kaMasipala yoLawulo Lokutya ethe yavunywa liBhunga likaMasipala.

ULawulo Lokutya

ISALATHISO

Icandelo	Isiqulatho
1	Iinkcazelo
2	Izicelo
3	Isiqinisekiso sokwamkeleka
4	Izalelo kulawulo nothutho lokutya
5	Imigangatho neemfuneko zendawo yokutya
6	Imigangatho neemfuneko zezixhobo kwindawo yokutya
7	Imigangatho neemfuneko zezigcini zokutya
8	Imigangatho neemfuneko zemiboniso, ugcino kunye namaqondo obushushu okutya
9	Imigangatho neemfuneko zokhuseleko lwempahla yokunxiba
10	Imisebenzi yomntu ongumphathi wendawo yokutya
11	Imisebenzi yomphathi-kutya
12	Imigangatho neemfuneko zolawulo lwenyama
13	Imigangatho neemfuneko zothutho lokutya
14	Amalungiselelo amalunga neemveliso ezingalungiswanga
15	Ukhululo, iimfuneko ezongezelelweyo kunye nobambo Amatyala kunye nezohlwayo

Isihloko esifutshane kunye nokuqala

Isihlomelo

1. Icandelo 8(6)
2. Ingqokelela yemithetho nemimiselo ecwangcisiweyo yokulinganisa iqondo lobushushu bokutya
3. Umlinganiso weqondo lobushushu
4. Ubunganga ngokunxulumene nobumeli bokufundwa kwamaqondo obushushu

Inkcazelo

1. Kule Mithetho kaMasipala naliphi igama okanye amazwi neembonakalo apho intsingiselo ithe yamiselwa kuMthetho mayibe nalo ntsingiselo ngaphandle kokuba indawo ekubhalwe kuyo ibonisa ngenye indlela-

“ukufumaneka” kuquka ukufumaneka kwenye indawo ngaphandle kwendawo yokutya;

“esona sona sicwangciso silungileyo nesifumanekayo” sithetha isicwangciso esinokusetyenziswa nesifanelekileyo kukhuseleko lokutya kungcoliseko lwepasile, sinengqwalasela kwiimfuneko zokuhlala noba kukwindawo yokutya okanye naphina, ukoyisa ubude bemisebenzi emisiweyo kwakunye nosulelo lwamatyala ngaphezulu;

“isiqinisekiso solwamkelo” sithetha isiqinisekiso solwamkelo ngokubhekiselele kwicandela 3;

“ucoceko” luthetha ukukhululeka kuzo naziphina iimeko ezichasene nokungacoceki okanye ungcoliseko ukufikelela ekubeni isimo sempilo nococeko siphumelele, yaye **“kugcinwe ucoceko”** lunentsingiselo efanayo;

“isikhongozelo” okanye “inkonkxa sokutya” iquka nayiphi indlela ekunikezwa ngayo, ekugcinwa, ekuboniswa, ekupakishwa, ekusongelwa nekuthuthwa ngayo yaye nendlela ukutya ekhlangana ngayo ngqo nabantu abo;

“ungcoliseko” luthetha isiphumo esisetyenziswa ekudleni yiarhente okanye amagosa angaphandle khon’ukuze-

- (a) kungahlangabezani nemigangatho neemfuneko ezimiselwe ngumthetho;
- (b) zihlangabezani nemigangatho yococeko lokutya olwamkelekileyo okanye izithethe zentengiso nosebenziso okanye imigangatho; okanye

(c) ayilungelanga intsebenzis̄o yoluntu;

yaye no **“ngcoliseko”** lunentsingiselo engqinelanayo.

“iqondo lobushushu elingundoqo” lithetha ukufundeka kweqondo lobushushu elithathwe kuqikelelo lombindi wendawo yokutya.

“ubuchule” buthetha izixhobo, ukuphumeza, indawo zokugcina, indawo zokusebenzela zezinto ezisetyenziswe ngokunxulumene nolawulo lokutya;

“ukutya” kuthetha izinto ezityiwayo ezimiselwe ukusetyenziswa luluntu nanjengoko kuchaziwe kwicandelo 1 Lwezinto Ezityiwayo, Izinto Zokuchokoza Umzimba kunye neziBulala-Ntsholongwane, 1972 (UMthetho 54 ka 1972) ngokungaquki ukutya ngokubhekiselele kuMthetho we 14;

“umlawuli/mphathi-kutya” uthetha umntu othi kwindlela yesiqhelo asebenza ngayo kumsebenzi wakhe kwindawo yokutya adibane nokutya hayi ngenjongo yokufezekisa iimfuno zakhe;

“indawo yokutya” ithetha isakhiwo, isitali, okanye esinye isakhiwo esifanayo kuquka iikharavani, izithuthi, izikhundla okanye iindawo ezisetyenziswa ngokunxulumene nolawulo lokutya;

“indlela eyiyo nelungileyo yokuvelisa” ithetha indlela yokwenza yokulawula okanye inkqubo esetyenziswayo, uthabathela ingqalelo imithetho-sisekelo yococeko, khon’ukuze ukutya kungangcoliseki, kungaboli okanye konakale ngexesha lenkqubo yokwenziwa kwako;

“ukulawula/ukuphatha” kuquka ukwenziwa, ukuvelisa, ukupakisha, ukulungisa, ukugcina, ukunikeza, ukuthutha, ukubonisa, ukuthengisa okanye ukunikezela, yaye **“ukulawula”** kunentsingiselo engqinelanayo;

“izandla” ziquka imizantsi yeengalo okanye indawo yengalo le isuka esihlahleni ukuya kuma engqinibeni;

“ubungozi bempilo” buquka nayiphi na imeko, isenzo okanye ukungezi ngendlela okungathi kungcolise okanye konakalise ukutya khon’ukuze usetyenziso lokutya lungabi nobungozi okanye lubesisonakaliso empilweni yoluntu;

“umhloli” uthetha umphathi wezempilo okanye umonyulwa wezempilo ngokwecandelo 22(1) woMthetho, okanye umphathi wezempilo ohlola ubume bendawo okanye ugqirha wemfuyo owonyulwe ngokwecandelo 24(1) loMthetho;

“uMthetho Wokhuseleko lweNyama” uthetha uMthetho Wokhuseleko lweNyama, 2000 (uMthetho wama-40, wama-2000);

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana okanye nawuphi umphathi elite iBhunga likaMasipala lamgunyazisa amandla, nemisebenzi ngokuphathelene neMithetho kaMasipala;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iMithetho yemiGangatho yoLwakhiwo lweSizwe” lithetha iMithetho yemiGangatho yoLwakhiwo lweSizwe, 1997 (uMthetho 103 ka 1977);

“ukutya okonakalayo” kuthetha naziphi izinto ezityiwayo ezithi kukwenziwa kwazo, izithako zokupheka, ukufuma kunye okanye nexabiso *lepH* kunye nokusilela kwisigcinakaliso kunye nendlela eyiyo yokupakisha ethabathekisayo kukwanda okungathintelekiyo kwiintsholongwane kuzo, ukuba izinto ezityiwayo ezibekwe kwiSaziso sikaRhulumente R.1183 somhla woku-1 ka-Juni 1990, njengoko silungisiwe, ngokungaquki iziqhamo nemifuno;

“umntu ophetheyo” ngokwayo nayiphi indawo yokutya, kuthetha umntu ojongene nendawo yokutya okanye umnini wesakhiwo sendawo yokutya leyo, njengoko kunjalo;

“ukutya okungapakishwanga” kuthetha ukutya okuthi phambi kokuba kubonise ngako khon’ukuze kuthengise okanye kunikezelwe kupakishwe njengoko kubonisiwe kwicandelo 7(3);

“ukutya okulungelwe ukutyiwa okanye ukusetyenziswa” kuthetha nakuphi ukutya okonakalayo okungathi kusetyenziswe ngaphandle kokuba kuye kwenye inkqubo yamalungiselelo okwenza kudleke okanye kusebenziseke;

“ukunikezela” kuquka unikezelo lokutya nokuba kungenxa yovelwano okanye ngenye indlela;

“uMthetho” uthetha uMthetho Wezempilo, 1977 (uMthetho wama-63 ka-1977);

“isixhobo sokulinganisa ubushushu” sithetha isixhobo esikwazi ukufunda iqondo lobushushu ngokubhekiselele kule mithetho, ukuchaneka okudibeneyo kwesi sixhobo sokulinganisa ubushushu kwakunye nobuthathaka besivo seqondo lobushushu libe kufuphi no 0.5°C;

“le Mithetho kaMasipala” iquka nasiphi isihlomelo sale Mithetho kaMasipala;

“ukungalungi/ukungomeleli” kuthetha ukungaphili ncam, bukugularha, usuleleko lwentsholongwane, ungcoliseko, uchaphazeleko lwentsholongwane, ukubola, ukonakala, ukungalungeli ukusetyenziswa luluntu ngenxa yazo naziphi izizathu;

“isithuthi” sithetha uloliwe, itroli, inqwelo, ibhayisilile, isileyi, isigadla, isikhephe, inqanawa okanye nditsho neenqwelomoya ukuquka nabuphina ubugcisa beenqwelo okanye uhlobo lokuhambisa olusetyenziswa kulawulo lothutho lokutya;

“amanzi” athetha amanzi ahlangebezana neemfuno ezisekwe kwiSABS 241: Amanzi asetyenziselwa imfuno zasekhaya.

Isicelo

2. (1) Ukuba uMasipala akanazo iinkonzo zomhloli ngokugqibeleleyo ngenxa yaso nasiphi isizathu lingasebenzisa inkonzo zomhloli wesebe lezempilo eligunyazisiweyo okanye usebenziso lwabucala ukuziqhelisa okanye ukuguzula amandla okanye imisebenzi yomhloli ngokubhekiselelwe kule Mithetho kaMasipala.
- (2) Akukho mfuno yale Mithetho kaMasipala mayibe nongqzulwano kunye nemimiselo eyenziwe phantsi koMthetho ngokuphathelene nolawulo okanye uthutho lokutya okuthile, makuvumeleke nanjengoko kuchasene.

Isiqinisekiso solwamkelo

3. (1) Ngokwe kwemfuneko yecandelwana (2) kunye necandelo 15(5), akukho mntu makalawule okanye anike imvume yokuba ukutya kulawulwe-
 - (a) kwindawo yokutya apho isiqinisekiso solwamkelo esivunyiweyo singekakhutshwa okanye singekabina kusebenza; okanye
 - (b) ngokuchaseneyo nalo naluphi uthintelo okanye imeko okanye isigqibo esikwesiqinisekiso solwamkelo.
- (2) Iimfuneko/amalungiselelo ecandelwana (1) kufuneka esebenzile kumba wendawo yokutya ekhoyo ngexesha lokupapashwa kwale Mithetho kaMasipala kusuku lokuqala kulandela ixesha elizinyanga ezintandathu emva kokwaziswa kwale Mithetho kaMasipala.
- (3) Umntu ophetheyo kuyo nayiphi na indawo yokutya onqwenela ukuzuza isiqinisekiso solwamkelo ngokuphathelene naloo ndawo yokutya kufuneka afake isicelo esibhaliweyo kuMasipala kuxwebhu elinazo zonke inkcukacha ezingqinelanayo nezo ezikuxwebhu lwesihlomelo sale Mithetho kaMasipala.
- (4) Kulwamkelo lwesicelo ngokubhekiselele kwicandelwana (3), uMasipala ngaphandle kolibaziseko makabhekise isicelo kumhloli ukuze asinike ingqwalasela.

- (5) Umhloli nanjengoko angacima okanye ancede xa kufanelekile, ngokuqwalasela isicelo eso angacela ukufumana ulwazi oluthe vetshe kumceli okanye nakuye namphina umntu.
- (6) Ukuba umhloli, emva kokuba enze lonke uhlolo lwakhe yaye ukholisekile ukuba indawo leyo yokutya ixeliweyo, ngokuphathelene neemeko ezikhoyo ezayamene nomhlaba kunye nobuchule kwakunye ngokweemfuno namacandelwana 4(2) kunye nele 15.
- (a) ngokuthobela iimfuno zecandelo 5 nele 6, uMasipala kufanele aikhuphe isiqinisekiso solwamkelo egameni lalowo uphetheyo kuxwebhu elinobungqina obufanayo nobo bukuxwebhu lwesihlomelo B seMithetho kaMasipala; okanye
- (b) ngandlela zonke lungathobeli iimfuno zecandelo 5 nele 6, abasemagunyeni bendawo ngokwemfuno yecandelo 4(2) bangathi banikezele ulwandiso kangangeenyanga ezintandathu ukwenzela lowo ungumphathi abenokutshintsha okanye axhobise indawo yokutya ngokuthobela iimfuneko kodwa ngexesha elibekiweyo lolwandiso lweemfuno zecandelwana (1) mazingasebenzi kumntu oxeliweyo.
- (7) Isiqinisekiso solwamkelo masiboniswe kwindawo esekuhlaleni ukunika ulwazi kuwonke wonke ngendawo yokutya ngokuthobela leyo ikhutshiweyo okanye ikopi ngoko ke mayenziwe ibekho ngokukhawuleza ngesicelo apho umboniso ungenamkhethe.
- (8) Ukuba umntu ophetheyo kwindawo yokutya uthe wathathelwa indawo ngomnye umntu, lo mntu makalazise uMasipala ngencwadi ebhaliweyo alazise ngotshintsho olo kwiintsuku ezingama 30 emva komhla lowo lwenzeke ngayo utshintsho, ngokwemfuno zecandelo 4(2), malikhuphe isiqinisekiso esitsha solwamkelo egameni lalowo mntu mtsha uphetheyo.
- (9) Isiqinisekiso esamkelayo-
- a) asikwazi ukukhutshelwa komnye umntu ukuya komnye kwangokunjalo asikwazi ukutshintshelwa kwindawo yokutya ukuya kwenye;
- b) sivumeleke ngokwemo yolawulo olusekwe kwisicelo sesiqinisekiso solawulo solwamkelo;
- c) nangaliphi na ixesha singatyikitywa nguMasipala ngo-

- (i) kwandisa izithintelo ezingathi zifuneke ukukhusela impilo engozini; yaye
 - (ii) ukususwa kwaso nasiphi isithintelo ngokubhekisele kudidi nohlobo lokutya okanye kucwangciso lwendlela yolawulo.
- (c) masiphelelwe okwexeshana kangangethuba apho isalelo phantsi kwecandelo 4(2) sisebenza;
- d) masiphelelwe ngokusisigxina ukuba isalelo ngokubhekisele kwicandelo 4(2) asisuswanga kwixesha elimiselweyo ekufuneka lingedluli kwiinyanga ezintandathu ukusuka kumhla isaziso ebesikhutshwe ngawo ngokwecandelo 4(2); yaye
- e) masiphelelwe ngokusisigxina ukuba imfuno zecandelwana (8) azithotyelwanga.
- (10) Akukho mntu unokwenza naluphi utshintsho olungagunyaziswanga okanye ukongezelela okanye ukwenza isiqinisekiso solwamkelo ngenkohliso.

Isalelo kulawulo nothutho lokutya

4 (1) Akukho mntu makalawule ukutya ngendlela echaseneyo neemfuno zale Mithetho kaMasipala.

- (2) Ukuba umhloli ngokulandela uhlobo lwendawo yokutya okanye ubuchule obukuluvo oluthi-
- (a) loo ndawo yokutya okanye yobuchule-
 - (i) ikwimeko okanye isetyenziswe ngokwendlela okanye
 - (ii) yenze okanye ingenzi ngokuthobela ngokwamacandelo ngokubanzi;
 - (b) Umsebenzi othile ngokubhekiselele kulawulo lokutya wenzeka kumphathi ngokubhekiselele kwicandelwana (1); okanye
 - (c) Ezo meko zikho ngokuphathelene nendawo yokutya okanye ubuchule okanye nawuphi omnye umsebenzi, omisela ubungozi bempilo yaye ukuqhubeka kosetyenziso lwendawo yokutya okanye yobuchule okanye yomsebenzi mayaliwe,

UMasipala angathi aqukumbele ale usetyenziso lwendawo yokutya okanye ubuchule bolawulo lokutya okanye nawuphi umsebenzi ongathi unxulumane nolawulo lokutya

ngokunikezela ngesaziso esibhaliweyo kumntu ophetheyo okanye ummeli lowo ukuba akekho ngokwe candelo 52 loMthetho, esazisa umntu ngesalelo

(3) Isaziso ngokubhekiselele kwicandelo (2) malibe nezinkcukacha zilandelayo:

(a) Isizathu esingunobangela wesalelo; kunye

(b) nenkcaza ebhaliweyo ethi isalelo siza kususwa nguMasipala ngokukhawuleza xa izizathu zesalelo zisusiwe yaye nomhloli ekholisekile ukuba izizathu zesalelo azinakuphinda zenzeke.

(4) (a) Isalelo sakuqala ukusebenza ngomhla obekwe nguMasipala kwisaziso yaye sinikezelwe phantsi kwecandelo (2).

(c) Akukho mntu makenze nasiphi isenzo esichasene nesalelo eso.

(5) Umhloli kwiiyure ezingama 72 zokufumana isicelo sokususwa kwesalelo makenze uphando ngendawo yokutya, ubuchule bomsebenzi okanye iimeko ezibe sisiseko sesalelo.

(6) UMasipala kwinzaliseko yophando olo ngokubhaliweyo malazise umntu lowo isalelo sibhekiswe kuye okanye

ukuba akakho okanye akafumaneki, naye nawuphi umntu ongummeli walo mntu isalelo sisusiweyo okanye sihleli nanjengoko imeko injalo.

(7) UMasipala lingarhafisa umrhumo wohlolo olinganayo neendleko elizenzileyo kuhlolo lomntu ophetheyo kuphando ngalunye olwenziwe ngumhloli ngokwecandelwana (5).

Imigangatho neemfuneko zendawo yokutya

5 (1) Ngokwecandelo le-15 akukho mtu makalawule okanye aphaathe ukutya naphina ngaphandle kwakwindawo yokutya ehlangabezana neemfuneko zelicandelo necandelo (6).

(2) Indawo yokutya mayibe yindawo ethile, umfanekiso, isakhiwo, yaye ibe sesigqityiweyo yaye sixhotyiswe ngokwemeko yaye yonyulwe ngokuba ngokuba ingasetyenziswa ngamaxesha onke ngenjongo leyo eyakhelwe, yaxhotyiselwa yona-

(a) ngaphandle kokudala ubungozi kwimpilo; yaye

(b) ngendlela engathi ukutya-

(i) kungalawulwa ngococeko kwindawo yokutya okanye ngezixhobo ezo; yaye

- (ii) zingakhuseleka kwangoko ngezicwangciso ezikhoyo ezingavumelaniyo nongcoliseko okanye nomonakalo ziityhefu okanye iigesi ezihlaselayo, imiphunga, amavumba, umsi, uthuli, umfumo, izinambuzane okanye ezinye Izidalwa okanye naluphina ungcoliseko olubambekayo, olwamachiza okanye lwebhayoloji nayiyo nayiphi iarhente.

(3) Ngenjongo yecandelwana (2) indawo yokutya mayihlangabezane nezimfuneko zilandelayo;

- (a) Yonke imiphandle yeendonga ezingaphakathi, amacala okanye iisilingi okanye amaphahla angenasilingi, kunye nemiphandle yemigangatho okanye nayo nayiphina imiphandle nokuba ngaba ithe tyaba okanye ithe nkqo eyenze iindonga zendawo yolawulo lokutya mazi-

- (i) -dityaniswe okanye zibe namacamba avulekileyo enziwe aguda, awabinamhlwa, awabinatyhefu, acoceka yaye enziwe ngeziveliso ezingafunxiyo, ezingahlalwa thuli nezingangenwa manzi kodwa kwindawo yonikezelo okanye yogcino-kutya-

(aa) yezitera zokuhombisa

(bb) zeendonga ezifanayo ezidityaniswe ngendlela eyiyo okanye ezenziwe zagqitywa ekulula ukuzicoca kananjalo, okanye

(cc) zeendonga ezihonjisiweyo okanye iisilingi ekulula ukuzicoca zingasetyenziswa; yaye

- (iii) zibe kwimo yokuba azinakungcola okanye zidlale indima kungcoliseko lokutya.

(b) Igumbi ngalinye kulawo akwindawo yokutya ma-

- (i) -libe neentunja zokungenisa nokukhupha umoya ococekileyo ngendlela-

(aa) zokungenisa nokukhupha umoya ngeentunja okanye ngamacandelo angakwazi kufumana nahlanganiswe nomoya ongaphandle yaye zibekwe kudonga olungaphandle okanye kuphahla apho kukho intunja engenisa nekhupha umoya ngokunqamlezileyo kodwa ezo ntunja mazibe zilingana neepesenti ezintlanu zomgangatho wegumbi elo;

(bb) ukuphuma nokungena komoya okungadalwanga okuthobela iimfuneko zeMithetho Yolwakhiwo Lwesiswe kunye neMithetho Yemigangatho Yolwakhiwo,

nayiphi indlela kwezi zimbini ingaqhuba indibaniselwano yomoya ococekileyo nowaneleyo, ukukhupha umoya ongcolisekileyo okanye umoya ongafunekiyo kwindawo enokutya kangangokuba iintsholongwane zomoya ezingangcolisa ukutya, igesi, umphunga, nomoya oshushu ongavela ngexesha lolawulo lokutya zingasuswa ngokufanelekileyo, nazo naziphi ingxakeko zococeko okanye iimeko ezixhalabisa impilo kwindawo zolawulo lokutya zikhuselwe;

(ii) zikhanyiselwe ngendlela

(aa) ngemiphandle ekhanyayo nengathintelwanga kudonga okanye uphahla olungaphandle olwamkela imitha yasemini, ngokulingana ukozisentimitha ezilishumi zendawo yomgangatho leyo;

(bb) ukhanyiso olwenziweyo oluthobela iimfuneko zoMthetho yoLwakhiwo Lwesizwe kunye noMthetho weMigangatho Yolwakhiwo, ethi ivumele ukhanyo obuluqilima ngokulingana nama 200 ukuwela kuzo zonke iindawo zolawulo lokutya kwigumbi.

(c) Indawo yokutya mayi-

- (i) benobuchule bamanzi ashushu nabandayo ukulungiselela ucoceko;
- (ii) mayikhuseleke ngendlela evumelekileyo kodwa le mfuneko ayiyikusebenza kwindawo yokutya apho ukutya kungalawulwayo okanye kugcinwa khona emva kweeyure zokusebenza kwindawo leyo;
- (iii) mazibe nendlela elungileyo yokukhusela iimpukane okanye ezinye izinambuzane kwindawo apho ukutya kulawulwa khona;
- (iv) makubekho indlela yokuchitha amanzi ethe yavunywa nguMasipala

(d) Oku kulandelayo makubekho kwiindawo yokutya:

- (i) Inani elivisayo lezindlu zangasese, iindawo zokuchamela, kwakunye nezityana zokuhlambela izandla ngokucaciswe kwisihlomelo C seMithetho kaMasipala khon'ukuze zisetyenziswe ngabasebenzi kwindawo yokutya nokusetyenziswa ngumntu lowo ukutya ekunikwa yena ukuba akusebenzise kwindawo yokutya kodwa ubuchule bococeko olwahlukileyo lwabasebenzi yaye abaxhasi abafuneki. Kodwa apho umntu wesini esinye okanye ngaphezu kweshumi labantu abasebenza kwindawo yokutya ubuchule bococeko olwahlukileyo malungafuneki kubasebenzi bezini ezahlukileyo;
- (ii) iindlela zokuhlamba izandla mazibe namanzi abandayo okanye ashushu ukuze kuhlanjwe izandla ngabasebenzi kwindawo yokutya nabantu abo

banikwa ukutya kwindawo leyo, kwakunye nokunikezwa kwesepha (okanye ezinye iarhente zococeko) kwakunye nezinye iziveliso ezisetyenziswa ekomiseni izandla okanye ezinye indlela zobuchule bokucoca izandla okanye izixhobo zokomisa izandla zokucoca nokomisa izandla ngabasebenzi nabantu;

- (iii) Izikhuseli-manzi neenkoxa zokulahla ezineziciko ezicibekela ngci ekulula ukuzicoca nezilungele ugcino olucocekileyo ngokuxhonywe kususo kwindawo zolawulo lokutya;
- (iv) Indawo yokugcina ukutya ecocekileyo, ubuchule nezixhobo nendawo eyahluliweyo yokugcina ecocekileyo yenkonkxa zenkunkuma kwindawo yokutya;
- (v) indawo eyahlukileyo yokutshintsha enobuchwephesha bokugcina iimpahla, yaye
- (vi) indlela yokunika amanzi efanelekileyo.

(e) Akukho gumbi apho ukutya kulawulwa khona malinxulumane okanye libenandibano nayo nayiphina indawo-

- (i) apho igesi, umsi, uthuli, amavumba anganyamezelekiyo okanye naluphi ungcoliseko olukhoyo okanye olungathi luvele olunokuthi lungcolise okanye lonakalise ukutya okukwigumbi lolawulo lokutya; okanye
- (ii) apho isenzo senziwe ngokwemo apho imeko ekhoyo ingangcolisa okanye yonakalise ukutya kwindawo yolawulo lokutya;

(f) Igumbi apho ukutya kulawulwa khona linganonxulumano negumbi eliyindlu yangasese okanye igumbi lokuchamela-

- (i) kuphela ngegunjana elinesixhobo esisiso sokukhupha nokungenisa umoya kodwa yonke iminyango exhulumanisayo mayikhusele, zonke iimbobo zendawo kodwa mazixhotyiswe ngezixhobo zala maxesha ezizivalekelayo nezihlala ixesha elide; okanye
- (ii) ngaphandle kwelo kunjana phakathi kwawo kodwa imbobo exhulumanisayo mayibe nomnyango ozivulekelayo nozivalekelayo nanjengoko kubekiwe kumhlathana (1) kodwa igumbi langasese okanye igumbi lokuchamela malixhotyiswe ngoomatshini bokukhupha nokufaka umoya ococekileyo ovela ngaphandle ukunika igumbi elo umoya ococekileyo phantsi koxinzelelo olugwenxa ngokunxulumene nobume kwigumbi lolawulo lokutya.

Imigangatho neemfuno ngobuchule kwindawo yokutya

6. (1) umphandle wayo nayiphi itafile, ikhawuntala okanye indawo yokusebenzela apho ukutya okungasongelwanga kuphethwe khona, nazo naziphi izixhobo, okanye izityana ezithi zidibane nokutya mazenziwe zibe zezigudileyo, zingabinakuba namhlwa, zingabinakuhlalwa thuli, yaye zenziwe ngeziveliso ezingafunxiyo nezingenazidibanisi okanye macamba kodwa zibezibhuloko ezenziwe ngemithi enqunqiweyo, iibhodi ezisikiweyo nezixhobo zingalelwa ukuba ezo zinto zigcinwe ngokwemeko yokuba ungcoliseko lungabinakufumba.
- (2) Akukho ndawo/mphandle ngokwecandelwana (1) yaye akukho zitya zenziwe ngodongwe, zixhobo zokutya, zityana naziphina ezinye izinto mazisetyenziswe kulawulo lokutya ukuba azicocekanga okanye zinamathanda okanye ziqhekekile.
- (3) Nasiphi na isixhobo esilungele ukusetyenziswa kanye-
- (a) masigcinwe kwinkonkxa engenathuli de kufike ixesha lokusetyenziswa; yaye
- (b) masingasetyenziswa ngaphezu kwesinye.
- (4) Indawo okanye umphandle ekubhekiswe kuwo kwicandelo (1) nobuchule obubhekiselele kwicandelo (2) mayi-
- (a) coceke ihlanjwe phambi kokuba ukutya kufikelele kuyo okokuqala ngexesha leshifti nganye; yaye
- (b) icocwe ihlanjwe nanini na kufuneka njalo, ngexesha nasemva kokuphathwa kokutya khon'ukuze ungcoliseko lokutya oludibana nayo nayiphi na indawo ngaphambi kokuba ukutya kufikelele kuyo ma
- (i) kungabikho bhakthiriya zinokuphila ezingaphezu kwe-100 lesikwere sesentimitha nganye kuhlalelo, olubanjwe ngendlela eyiyo ngolwazi nemvume yendlela yophando yenzululwazi nofundo ngentsholongwane yesampule ethathwe ngokuvumelana nobugcisa bokucoca nokusula emiselwe yiNdlela yeSABS yeMigangatho yeNdlela zokuLinga: Amandla okuCoca Izityalo, Izixhobo: Ubugcisa Bokucoca; yaye
- (ii) Akukho zintsalela zeziveliso okanye zixhobo zokucoca nazibulala-ntsholongwane ezinokungcolisa ukutya.
- (5) (a) Nabuphi ubuchule bokubandisa okanye bokukhenkceza obusetyenziselwa ugcino, ukubonisa okanye uthutho lokutya okonakalayo mazibe nesixhobo

sokulinganisa ubushushu emasithi ngamaxesha onke sibonakalise iqondo lokubanda lendawo yesikhenkcezi eso, nemasibekwimeko nendawo apho sinokubonisa ngokuchanekileyo ufundo lweqondo lobushushu elithathwe ngaphandle kwesithintelo.

(b) Zonke izoxhobo zokushushubeza ezisetyenziswa kugcino, kuboniso okanye kuthutho lokutya okushushu okonakalayo, mazibe nesixhobo sokulinganisa ubushushu emasithi ngamaxesha onke sibonakalise ubushushu bendawo leyo eshushutyezwayo, emasibekwimeko okanye indawo yokufunda iqondo elo ngokuchanekileyo ngaphandle kwesithintelo.

Imigangatho neemfuneko zeenkoxa zokutya

7. (1) Akukho mntu makathengise ukutya okunkonkxiweyo okanye okukwinkonkxa ezivaleke ngci ezi-

- (a) namaqhuma athe phuhlu kumacala acambaleleyo okanye emacaleni okanye nakwiliphina icala elithi phuhlu xa ngaba elinye icala lithe lacofwa;
 - (b) ezithi ngandlela ithile zivutheleke okanye ezithi igesi iphume xa ngaba inkonkxa leyo ithe yavuleka okanye yagqabhuka ngaphandle-
 - (i) kokuba inkonkxa leyo ineringi yokufaka umoya; okanye
 - (ii) igesi ibisele isetyenziswe njengesigcinakaliso;
 - (c) ezinomhlwa okanye ezonakeleyo ezinokuthi zonakalise okanye zibolise ukutya, ivuze okanye ayivalisisekanga; okanye
 - (d) ibinentunja ebiselikhe yacikwa.
- (2) Inkonkxa mayicoceke ingabinazinto zinatyhefu, zithako zokupheka okanye naziphi izinto ezingathi zidale ukubola nokonakalisa ukutya okukwinkonkxa ezo.
 - (3) Ukutya okuphinde kwapakishwa ngokuxhomekeke kudidi olo lokutya makuphinde kupakishelwe kwinkonkxa ezingangenwa thuli okanye manzi, inkonkxa ezithi zikukhusele kubolo phantsi kweemeko eziqhelekileyo zolawulo yaye mazipakishwe zicikwe kangangendlela yokuba ukutya akunakuphuma kwinkonkxa leyo nokuba isiciko okanye isivalo okanye nasiphina isivingco esifanayo singasuswa okanye isiciko senkonkxa singonakala.
 - (4) Ukutya okonakalayo, ngokunzaquki iimveliso ezibhekiselelwe kwicandelo 14 nemveliso ezingekaphindi zipakishwe ngaphandle kokutya okunokusetyenziswa

njenge zidlo kwindawo yokutya, xa zinikezwe kumthengi okanye kupakishwe kwinkonkxa ekhusela ukutya kungcliseko.

Imigangatho neemfuneko zemiboniso, ugcino kwakunye namaqondo obushushu bokutya

8. (1) Ukutya okuboniswayo okanye okuselugcinweni makungadibani nomgangatho okanye umhlaba ophantsi.
- (2) Nayiphi ishelufu okanye indawo yokubonisa esetyenziswa ukubonisa nokugcina ukutya okanye nayiphi inkonkxa mayigcinwe icocekile ingenathuli okanye naziphi ezinye iindlela zongcoliseko.
- (3) Ukutya okungaphindanga kwapakishwa okusele kulungele ukudliwa, kuquka ukutya okuphakwa okanye kunikezwa njengezidlo ekuboniswe kwinkonkxa ezivulekileyo, mazikhuseleke ngendlela eyiyo ethintela nawaphi amathuba obolo okanye ekubolisweni zizinambuzane okanye uthuli.
- (4) (a) Ngokwecandelwana (6) konke ukutya okucaciswe kwisihlomelo kule Mithetho kaMasipala, ngokungaquki ixesha elithe lathathwa kukutya ekupholeni okanye ukuya kwishumi kushushutyezo ngokweqondo eliyimfuneko ngendlela yokuvelisa elungileyo, ngexesha logcino, lothutho okanye ukubonisa ngoko ke kugcinwe kwiqondo lobushushu elingadluliyo kwelo lifunekayo kukutya oko yaye kuthengiswe, ukuba imeko zokukhenkceka okanye imveliso zokutya ezibandayo, iqondo lobushushu lingaphezu kwelo lifunekayo, okanye umphandle weqondo lobushushu lingaphezu kwama 2°C ngaphezu kwelo qondo lifunekayo ngoko ke lingaphantsi kweqondo elifunekayo okanye umphandle weqondo okanye lingaphezu ko 2°C ngaphantsi kwelo lifunekayo.
- (b) Imfuneko yomhlathi (a) mayingabina kusebenza-
 - (i) kuko nakuphi ukutya okonakalayo okuza kuthengiselwa umthengi kwiyure enye yokuba kweziwe okanye okuza kudliwa kwindawo yokutya kwiyure nje enye yokuba kwenziwe;
 - (ii) kwinyama yenyamakazi, kangange xesha elingekho ngaphezulu kweyure ezisibhozo emva kokuba inyamakazi leyo ithe yabulawa, kodwa iqondo lobushushu malingadluli kuma 25°C;
 - (iii) Intlanzi engenziwanga nto ekrwada, izilwanyana ezingenamathambo okanye izidalwa ezinamaqokobhe okanye inyama ekrwada okanye imizimba exheliweyo

yeenkomo, yeegusha, yeebhokhwe, yeehagu, yamahashe, yeemeyile, yeedonki, yemivundla okanye yeenciniba ngelixesha ithuthwayo kangangexesha elingadlulanga kwiyure enye yothunyelo kodwa iqondo lobushushu lona malingadluli kuma 25°C;

- (iv) Nakuphina ukutya okuthe kwabethwa ngamaqondo obushushu aphezulu kunalawo abhekiselele kwimithetho ngexesha lokuvuthwa nokwenziwa kwako kodwa utyhileko kumaqondo obushushu lawo aphezulu mawabe ngokwendlela yokuvelisa/yokwenziwa eyiyo.
- (5) Nakuphi ukutya okungathi kuthengiswe njengemveliso ezikhenkcekileyo yaye okusele kunyibilike iqondo lobushushu elingadluliyo kwi 7°C kungaphinda kukhenkceziwe kodwa ezo mveliso ziphinde zakhenkceziwa mazilawulwe ngendlela elungileyo yokwenziwa kwazo.
- (6) Indlela yokwenza yokulinganisa iqondo lobushushu bokutya elisekwe kwisihlomelo kule Mithetho kaMasipala malisetyenziswe kulinganiso lweqondo lobushushu bokutya nanjengoko libekiwe.

Imigangatho neemfuneko zempahla ekhuselekileyo

9. (1) Akukho bani uvumelekileyo ukuba aphaathe ukutya ngaphandle kokunxiba impahla efanelekileyo nekhuselekileyo njengoko kubhaliwe kwicandelwana (2).
- (2) Le mpahla ikhuselekileyo, iquka izinto zokuthwala entloko, izinto zokunxiba ezinyaweni, zaye namphi umntu ophatha nolawula ukutya okungapakishwanga khon'ukuze ukutya kungaboli-
- (a) mazicoceke zibukeke xa umntu lowo eqalisa ukuphatha ukutya;
- (b) ngamaxesha onke okuphathwa kokutya mazibekwimeko ecocekileyo yaye zenziwe ngezivuliso ezingenakuthi zingcolise okanye zidale umonakalo ekudleni; yaye
- (c) zenzelwe ukuba ukutya kungabinakuthi kudibane nalo naliphi ilungu lomzimba ngaphandle kwezandla.

Imisebenzi yomntu ongumphathi wendawo yokutya

10. Umntu ophetheyo kwindawo yokutya makaqinisekise ukuba-

- (a) amanyathelo okususa iimpukane, okanye ezinye izinambuzane, izikrekrethi okanye naziphi ezinye izinambuzane ezifana neencukuthu neentakumba nazo zisusiwe;

- (b) nabani osebenza kwindawo yokutya makabe uqeqeshiwe ngokufanelekileyo kuceceko lokutya ngumhloli okanye ngumntu ofanelekileyo; yaye
- (c) inkunkuma isusiwe kwindawo yokutya okanye nakulo naliphi igumbi apho ukutya kulawulwa khona rhoqo ngexesha ekufuneka njalo yaye nanini xa umhloli eyalela ukuba kwenziwe njalo;
- (d) inkunkuma igcinwe okanye ilahlwe ngendlela yokuba ayinakudala nkathazo;
- (e) iinkonkxa zokulahla inkunkuma zi-
 - (i) cocwa ngamaxesha onke; yaye
 - (ii) fakwa isibulala-ntsholongwane nanini kufuneka okanye nanini umhloli eyalela ukuba kwenziwe njalo;
- (f) amanzi amdaka kwindawo yokutya achithwe ngokholiseko lwabasemagunyeni bendawo leyo;
- (g) indawo yokutya nayo nayiphina indawo esetyenziswa ngokunxulumene nolawulo lokutya nabo bonke ubuchule, intlawulelo yeekhompathimenti zothutho neenkonkxa zigcinwe zicocekile yaye zingenampahla okanye zinto zingafunekiyo ezingeyonxalenye yendawo yokutya;
- (h) Akukho mntu uphatha ukutya okungekapakishwa unxiba ubucwebe okanye ihombo engathi idibane nokutya, ngaphandle kokuba igqunywe ngokufanelekileyo;
- (i) akukho silwanyana, ngokwemfuneko yomthetho sigcinwe okanye sivunyelwe kwigumbi okanye kwindawo apho ukutya kukhoyo, ngaphandle kokuba-
 - (i) yinja engumkhokeli ehamba nomntu oyimfama, yona ivumelekile kwindawo ekuthengiswa kuyo okanye ekuphakwa kuyo kwindawo yokutya leyo;
 - (ii) intlanzi, isilwanyana esingenamathambo okanye esiseqokobheni singagcinwa siphila de kufike ixesha lokusisebenzisa;
 - (iii) isilwanyana esiphilayo singabulalelwa kwigumbi elahlukileyo phambi kokuba umzimba wesilwanyana esixheliweyo uphathwe, ngokwecandela 4(2);

- (j) akukho meko, senzo okanye lushiyeke luvelayo lungathi lungcolise nakuphi ukutya okanye senziwe okanye sivunyelwe kwindawo yokutya;
- (k) imfuneko yale Mithetho kaMasipala iyathotyelwa;
- (l) bonke abantu abaphantsi kolawulo lwakhe abaphatha ukutya onke amaxesha mabahlangabezane nemigangatho neemfuneko yaye benze imisebenzi ngokumiselwe licandelo 9 nele 11, ngokuhloniphekileyo;
- (m) igumbi okanye indawo apho ukutya kulawulwa khona malingasetyenziselwa-
 - (i) iinjongo zokukulala;
 - (ii) ukuhlambela, ukucocela okanye uku-ayinela iimpahla okanye naziphi izinto ezifana nezi;
 - (iii) nayo nayiphina injongo okanye imeko engathi ingcolise ukutya nanini;
- (n) akukho mntu makaphathe ukutya ekusele kulungele ukuthengiswa okanye okungekapakishwa ngezandla zakhe, ngaphandle kokuba oku akunakuphephaka ngexesha lamalungiselelo ako, nakanjani oko kutya makuphathwe ngendlela elungileyo yokwenza; yaye
- (o) ingxelo ngezifo neemeko zithi zibhalwe phantsi ngokufanelekileyo zigcinelwe uphengululo lomhloli.

Imisebenzi yomphathi-kutya

11. (1) Ukutya okanye inkonkxa mayingaphathwa nangubani-

- (a) onenzipho, izandla okanye iimpahla ezingacocekanga;
- (b) ongahlambanga zandla ngesepha namanzi okanye zicocwe nangayo nayiphina indlela elungileyo-
 - (i) ngokukhawuleza phambi kokuba umsebenzi weshifti uqale;
 - (ii) ukuqala komsebenzi wosuku okanye emva kwekhefu;
 - (iii) emva kotyelelo kwigumbi langasese okanye kwigumbi lokuchamela;

- (iv) ngalo lonke ixesha ethe wafinyisa impumlo yakhe okanye emva kokuba izandla zakhe zithe zadibana nomphefumlo okanye neenwele, impumlo okanye umlomo;
- (v) emva kokuphatha itshefu, imali okanye inkonkxa yenkunkuma okanye inkunkuma uqobo;
- (vi) emva kokuphatha imifuno ekrwada, iziqhamo, amaqanda, inyama, intlanzi naphambi kokuphatha ukutya ekusele kulungele ukusetyenziswa;
- (vii) emva kokuba ethe watshaya okanye wabuyela kwindawo yokutya; okanye
- (viii) emva kokuba izandla zakhe zithe zangcoliseka ngenxa yazo naziphina izizathu.

(2) Ukutya okanye inkonkxa mayingaphathwa nangubani-

- (a) indawo yokutya nendawo esetyenziswayo kunxulumano nolawulo lokutya, intlawulelo zekhompathimenti zothutho neenkonkxa mazigcinwe zicocekile zingenazimpahla okanye zinto ezingeyonxalenye yendawo yokutya;
- (b) akukho mntu uphatha ukutya okungapakishwanga unxiba nabuphi ubucwebe okanye ihombo engathi idibane nokutya ngaphandle kokuba igqunywe ngokufanelekileyo;
- (c) akukho silwanyana, ngokwemfuneko yomthetho sigcinwe okanye sivunyelwe kwigumbi okanye kwindawo apho ukutya kukhoyo, ngaphandle kokuba-
 - (i) yinja engumkhokeli ehamba nomntu oyimfama yona ivumelekile kwindawo ekuthengiswa kuyo okanye ekuphakwa kuyo kwindawo yokutya leyo;
 - (ii) intlanzi, isilwanyana esingenamathambo okanye esiseqokobheni singagcinwa siphila de kufike ixesha lokusisebenzisa;
 - (iii) isilwanyana esiphilayo singabulalelwa kwigumbi elahlukileyo phambi kokuba umzimba wesilwanyana esixheliweyo uphathwe, ngokwecandelo 2(4);

- (d) akukho meko, senzo okanye lushiyeke luvelayo lungathi lungcolise nakuphi ukutya okanye senziwe okanye sivunyelwe kwindawo yokutya;
- (e) imfuneko yale Mithetho kaMasipala iyathotyelwa;
- (f) bonke abantu abaphantsi kolawulo lwakhe abaphatha ukutya onke amaxesha mabahlangabezane nemigangatho neemfuneko yaye benze imisebenzi ngokumiselwe licandelo 9 nele 11, ngokuhloniphekileyo;
- (g) igumbi okanye indawo apho ukutya kulawulwa khona malingasetyenziselwa-
 - (i) iinjongo zo'kukulala;
 - (ii) ukuhlambela, ukucocela okanye uku-ayinela iimpahla okanye naziphi izinto ezifana nezi;
 - (iii) nayo nayiphi injongo okanye imeko engathi ingcolise ukutya nanini;
- (h) akukho mntu makaphathe ukutya ekusele kulungele ukuthengiswa okanye okungekapakishwa ngezandla zakhe, ngaphandle kokuba oku akunakuphephaka ngexesha lamalungiselelo ako, nakanjani oko kutya makuphathwe ngendle'la elungileyo yokwenza; yaye
 - (i) ingxelo ngezifo neemeko ezibekwe kwicandelo 11(2)(b) zithi zibhalwe phantsi ngokufanelekileyo zigcinelwe uphengululo lomhloli.
 - (j) ngexesha aphethe ukutya, enze isenzo ngaphandle kwezo kubhekiselelwe kuzo kwezi zingasentla esinokuthi singcolise okanye sonakalise ukutya.

Imigangatho neemfuneko zolawulo lwenyama

12. (1) (a) Akukho mntu kwindawo yokutya ongaphatha inyama ezuzwe kwisilwanyana esixhelwe ngokuchasene necandelwana 3.
- (b) Akukho mntu kwindawo yokutya ongaphatha inyama yesilwanyana ekhululwe ngemfuneko yecandelo 3(1) ne 10(1) Yomthetho Wokhuseleko Lwenyama, ngaphandle kokuba isaziso esicacileyo nesibonakalayo nesifundekayo nesinolu lwazi lulandelayo okanye ulwazi kolo thabatheko, kwiincwadi kangange18 leemilimitha ukuphakama, ibonakalisiwe kwindawo yokutya: "Inyama ethengiswa kula masango ikhululekile kuhlolo ngokwecandelo 10(1) Lomthetho Wokhuseleko Lwenyama."

(2) Inyama yomzimba yesilwanyana esixheliweyo mayingaphathwa kwindawo yokutya ngaphandle-

- (a) kokuba umzimba lowo wesilwanyana wophe ngokufanelekileyo;
- (b) kokuba izibilini zesisu bezisusiwe kwimizuzu engama 30 emva kokubulawa kobuqu okanye nayiphina imeko engcolise yonakalisa inyama; yaye
- (c) kokuba izibilini zesifuba bezisusiwe kwiiyure ezintathu emva kokubulawa kwesilwanyana.
- (d) Imizimba exheliweyo yezilwanyana engasuswanga ufele mayingaphathwa hleze isikhumba okanye ufele ludibane nokunye ukutya apho kwindawo yokutya okanye inyama yalo mizimba ingcolisekile okanye yonakele.
- (e) Ngokwecandelo 3 Lomthetho Wokhuseleko Lwenyama, akukho silwanyana masibulawe, sophe, siqwangqululwe, sisuswe ufele/isikhumba kwindawo yokutya ngaphandle kwakwigumbi elisetyenziselwa nelibekelwe loo njongo ngendlela yokwenza efanelekileyo kodwa akukho lawulo/phatho okanye lwenziwo lwamizimba yezilwanyana exheliweyo malwenzeke kwelo gumbi.

(3) (1) Akukho mntu maka-

- (a) xhele nasiphi isilwanyana nakweyiphi indawo ngaphandle kwesilarha esivunyiweyo;
 - (b) vumele umxheli waso nasiphi isilwanyana nakweyiphi indawo phantsi kolawulo lwakhe, ngaphandle kokuba indawo leyo isisilarha esivunyiweyo; okanye
 - (c) athengise okanye anikeze ngenyama kuluntu uba luyisebenzise ngaphandle kokuba ixhelwe esilarheni.
- 2 (a) Icandelwana (1) alisebenzi kwinjongo zokuzixhelela nasekuzisebenziseleni okanye kwimeko zenkolo neenkqubo zamasiko; yaye
- (b) Akukho nyama yasilwanyana okanye mveliso ifumaneka esilwanyaneni esixhelwe ngokucaciswe kumhlathi (a) inokuthengiswa.

Imigangatho neemfuneko zothutho lokutya

13. (1) Akukho mntu makahambise ukutya kuquka nemveliso ekubhekiswe kuzo kwicandelo 14 okanye nakweliphi ilungu lesithuthi-

- (a) ngaphandle kokuba elo lungu licocekile yaye belicociwe kangangokuba akukho ngcoliseko lwamachiza, lakubamba, lwantsholongwane yaye ukutya kukhuselwe;
- (b) kwakunye-
- (i) nongcoliseko lokutya okanye ukutya okuyinkcitho;
- (ii) ityhefu okanye nayiphi into engadala umonakalo;
- (iii) isilwanyana esiphilayo; okanye
- (iv) nayiphi into engathi ingcolise okanye yonakalise ukutya.
- (2) Ngokwamacandelwana (1) nele (4), uloyiko lwekhompathimenti yesithuthi esisetyenziswe kuthutho lokutya okungapakishwanga okanye okungasongelwanga kwizikhuseli-manzi okanye kwinkonkxa ezineziciko ezikhusela uthuli mazi-
- (a) benemiphakathi eyenzelwe ukuba kubelula ukuyicoca, igude, ingahlalwa mhlwa, ingabinakuba natyhefu, yaye yenziwe ngesiveliso esingenakungenwa manzi ngaphandle kwamacamba neendibano ezivulekileyo, phambi kokuba ukutya kothulelwe kwezo khompathimenti, akukho sentimitha zisikwere zendawo exeliweyo kuhlalelo ngokubhekiselele kwicandelo 6(4) mayibeneempilana ezingaphila ezingaphezu kwe 100;
- (c) benesikhuseli-mhlwa; yaye
- (d) ngasetyenziswa ngexesha elinye kuthutho lomntu okanye nayiphi into engathi ingcolise ukutya.
- (3) Nangona naziiphi iimfuno ngokuchasana okukwelicandelo, akukho kutya kungekapakishwa maku-
- (a) thuthwe ngendlela yokuba kungathi kudibane nomgangatho wesithuthi okanye umgangatho ogqumileyo ekungahanjwa kuwo okanye nayiphi into engathi ingcolise ukutya; okanye
- (b) thuthwe okanye kuthwalwe ngendlela yokuba ukutya kungangcoliseka okanye konakale nangaluphi uhlobo.
- (4) Amacandelwana (2) nele (3) (a) mawangasebenzi kuthutho lwenyama yenyamakazi, yentlanzi, yezilwanyana ezingenamathambo okanye ezinamaqokobhe phakathi kwendawo yokutya nakwindawo apho izilwanyana zizingelwa khona okanye indawo apho intlanzi, izilwanyana ezingenamathambo okanye ezinamaqokobhe zibanjiswe

zavunwa khona: Ngaphandle kokuba olo thutho lungayindlela ekhoyo nelungileyo kananjalo ngexesha elifanelekileyo lokuthutha ngeemeko ezifunekayo

Iimfuno ngokuphathelene neemveliso ezingenziwa

14. Nangona naziphi iimfuno ngokuchasana kule mithetho, umhloli ukuba ngoluvo lwakhe kukho iimeko ezimisa ingozi yempilo ngokuphathelene nopakisho, ugcino, ukubonisa, uthengiso okanye uthutho lweziqhamo, imifuno emitsha nekrwada engekenziwa nto, yaye nombona, ingqolowa, amandongomane, ummoba, imbewu kajongilanga engekenziwa nto, izityalo zolimo ngokuphathelene nolawulo lokutya ngokubhekiselele kwicandelo 15(5)(a)-

- (a) ngokwemithetho eyenziwe ngokwecandelo 35 lomthetho oxhulumene nohlolo nophando kulawulo lokutya, nayiphi imeko ekhokelele okanye engakhokelela kubungozi bempilo bulungiswe okanye iimfuno zale mithetho zithotyelwe;
- (b) lale usebenziso lobuchule obuqhubekayo okanye bendawo yokutya yokupakisha, yogcino, yokubonisa, yokuthengisa okanye kuthutho lwayo nayiphi imveliso neemfuno zemithetho 4(2) ukuya kwi (5) ngotshintsho olufanelekileyo lusebenze kweso salelo.

Ukhululo, iimfuneko ezongezelelweyo kunye nemibeko

- 15. (1) Umntu ophetheyo kwindawo yokutya ngokwecandelo 3(1) angafaka isicelo kwiBhunda leDolophu ngokunxulumene nokhululo kuyo nayiphi imfuneko yale Mithetho kaMasipala ngokungaquki ukhululo ekukhutshweni kwesiqinisekiso solwamkelo.
- (2) Kwirisithi yesicelo ngokubhekiselele kwicandelwana (1) igunya lendawo lingabhekisa isicelo kumhloli ngaphandle kolibaziseko yaye ukhululo malunganikezelwa ngaphandle kokuba umhloli sele enikezele ngenkcaza kwigunya lendawo leyo ukubona ukuba ukholisekile ukuba-
 - (a) iimfuno apho ukhululo ebelufuniwe/celiwe lubeka iimfuneko ezingenangqondo kwimeko leyo; yaye
 - (b) unikezelo ngolo khululo lunjalo alukhokeleli yaye alunakukhokelela kwimeko ebeka impilo esichengeni/engozini.
- (3) Ukhululo ekubhekiswe kulo kweli candela mali-
 - (a) ngokweemeko ezibekwe nguMasipala kwisiqinisekiso solwamkelo okanye isaziso sokhululo, nanjengoko kunjalo; yaye

- (b) hlehliswe nguMasipala ngokwezizathu zenkcaza yohlolo noncomo ngumhloli zokuba kuluvo lwakhe ukhululo lungakhokelela kwiimeko ezingabeka impilo engozini.
- (4) Ngokwecandelo 3(6)(a) uMasipala, ngokwezizathu zenkcaza yohlolo nezincomo ezisuka kumhloli, lingaseka iimfuneko ezongezelelweyo emazihlangatyezwe kwindawo yokutya, ngaphandle kokuthotyelwa kwemfuno ezikwiMithetho kaMasipala, ingozi echaphazela impilo engabonelelwanga yiMithetho kaMasipala, apho iimfuneko ezongezelelweyo ngokwemithetho-siseko yendlela yokwenza ekhoyo nelungileyo yokwenza ingancitshiswa ukuya kutsho kwinqanaba elithile ukususa iingozi zempilo.
- (5) (a) Ngokwemithetho sisekelo ekhoyo nelungileyo yendlela yokwenza, iimfuno zecandelo 3(1) nele 5 mazingasebenzi, ukufaka isicelo ngokufuna ukubulala, ukophisa, okanye ukuqangqulula isilwanyana emva kozingelo lwentlanzi, izilwanyana ezingenamathambo okanye ezinamaqokobhe emva kokuzibamba okanye ukuzivuna.
- (b) Imfuno zecandelo 3(1) azisebenzi kwindawo zokuhlala zabucala apho ukutya kulawulwa ngenjongo yobukho ngaphandle kokuba yimbuyekezo ecaweni, kwimfuno, okanye kwimibutho yabadlali okanye kwimibutho yentlalo-ntle okanye kunyuso lwengxowa khon'ukuze kuthengiswe.
- (c) Umntu ophetheyo kulowo mbutho ofumana oko kutya makagcine iincwadi ezibhaliweyo zodidi lokutya nedilesi yendawo yokuhlala yabucala apho ukutya bekuphethwe khona kangangethuba leentsuku ezingama 30 emva kokufunyanwa kokutya, yaye nesithuthi esisetyenziswe ngumntu ophetheyo kwindawo yokutya, osiqinisekiso solwamkelo sikho, ukuthutha, ukubonisa nokunikeza nokupakisha ukutya okusuka kwindawo yokutya, lakusebenza ngokwesithuthi esisetyenzisiweyo ukuthutha ukutya okonakalayo egameni lomnye umntu.
- (6) Le Mithetho kaMasipala ayisebenzi kwizindlu zabucala ezilawula ukutya okuza kusetyenziswa kwindlu leyo ngaphandle kwembuyekezo ngomnye umntu.

Izirhoxiso zemithetho kaMasipala Kulawulo lokutya

15. Iimfuno zawo nawuphi uMithetho weDolophu onxulumene noLawulo lokutya zirhoxiswa nguMasipala kwimeko ezinxulumene neemeko ezinikeziweyo kule Mithetho kaMasipala.

Amatyala

16. Naye nabani othi aphule okanye achasane nemfuno yale Mithetho kaMasipala okanye avumele uchaso luthathe inxaxheba uyakufunyaniswa enetyala lokwenza isikhubekiso okanye ulwaphulo mthetho yaye njengesigwebo uyakuthi ahlawule imali okanye isohlwayo sokuhlala entolongweni kangangethuba elingadlulanga kwiintsuku ezingama 180.

Isihloko esifutshane nesiqalo

17. Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala kwindawo yolawulo lokutya yaye iyakuqala ukusebenza ngomhla obekwe nguMasipala.

ISIHLOMELO**IMITHETHO NEMIMISELO YOKWENZA UKULINGANISA IQONDO LOBUSHUSHU LOKUTYA****1. Ukwazisa umntu ophetheyo okanye umntu ojongene nendawo**

Umdloli makazise umntu ophetheyo okanye umntu ojongene nokongamela umsebenzi ukuba umntu ophetheyo akekho, ukuba unomnqweno wokulinganisa iqondo lobushushu bokutya yaye makacacise kuye zonke iinkqubo ezikwimithetho nemimisele.

2. Amanyathelo emilinganiso

- (1) Zonke iinkqubo mazenziwe ngobuchule ngendlela yokungabinantsholongwane nengenamachiza ongcoliseko.
- (2) Kwimeko yokutya okungasongelwanga, yaye ukuba kufanelekile, umhloli makasuse iipakethi ngendlela yokuba ubemncinane yaye ubenengqondo umonakalo odalekayo, okanye umntu ophetheyo okanye lowo wongamele umsebenzi makasuse iipakethi ngokudela kwakhe ingozi.
- (3) Iqondo lobushushu bokutya ngobuchule malilinganiswe ngaphandle kokususa ukutya kwisibandisi, isikhenkcezisi okanye isishushubezi.

3. Umlinganiso weqondo lobushushu**Ukutya okungekapakishwa**

- (1) Ukuba ukutya akukapakishwa uqikelelo lweqondo lobushushu lingalinganiswa ngokubeka umzuzu omnye vo isiqu sesixhobo sokulinganisa iqondo lobushushu (apha sibizwe ngokuba "sisiqu") phakathi kwesibini seepakethi zokutya okanye ngaphezulu, okanye xa ipakethi inye kumphandle wepakethi leyo.
- (2) Ukuba ufundo lweqondo lobushushu alingqinelani neqondo lobushushu elililo ngokucaciswe kwisihlo melo kulemithetho okanye ukuba umhloli unokungabaza okuthile ngokubhekiselele kwiqondo lobushushu lokutya phakathi kwipakethi iqondo lobushushu bokutya lingalinganiswa kumphandle ukuqinisekisa elona qondo lobushushu lililo.

Elona qondo lobushushu lingundoqo

4. Ukuba imveliso yokutya ikhenkcezisiwe umngxuma mawuvulwe ekudleni ukuya kuma kuqikelelo lweqondo lwemveliso yokutya ngentwana yestili esingena chaphaza nesingenantsholongwane ngomphandle ozimilimitha ezine. Isiqu sokulinganisa esingenazintsholongwane masifakwe kumngxuma ukuya kuma kuqikelelo lombindi wemveliso, yaye ufundo malwenziwe emva kwemizuzu emibini. Kwimeko yokushushutyezwa, yokubandiswa okanye yemveliso engabandiswayo isiqu sokulinganisa esingenazintsholongwane masifakwe ukuya kuma kuqikelelo elingundoqo lwemveliso yokutya yaye ufundo malwenziwe emva komzuzu omnye.

Iqondo lobushushu bomphandle

5. Iqondo lobushushu bomphandle malilinganiswe ngokubeka isiqu sesixhobo sokulinganisa ubushushu esingenazintsholongwane kumphandle wokutya kangangomzuzu omnye, xa iyinto engamanzi kangangomzuzu omnye yaye ufundo lwenziwe kanye ngelo xesha linye.

6. Isizindlo ngobumeli bofundo lweqondo lobushushu

Iqondo lobushushu bokutya ngokuqinisekiswa ngendlela yale mithetho nemimiselo yokwenza lingathathwa njengelibonisa iqondo lobushushu lako konke ukutya okukhenkcezisiweyo, okubandisiweyo okanye okushushutyeziweyo ngokukhathalela ukuba umhloli ukholisekile ukuba oko kutya kusekwimeko okanye kuneempawu ezifanayo nezo zokutya okuneqondo lobushushu ebelithathiwe.

No. 31

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA EBHEKISELE
EZINJENI**

UYILO 1

IMithetho kaMasipala yeZinja

Icandelo	Iziqulatho
1.	Iinkcazelo
2.	Uxanduva lokurhafa
3.	Umntu onoxanduva lokurhafa
4.	Ukukhululwa ekuhlawuleni irhafu
5.	Ukufaka isicelo sokuhlawula irhafu
6.	Irisithi yerhafu ephindwe kabini
7.	Ukutshintshelwa kwerisithi yerhafu komnye umntu
8.	Ukuboniswa kwerisithi xa kuhlolwa
9.	Ukuvalelwa kwezinja esikiti
10.	Izinja ezingabangangwa zinokuthengiswa okanye zitshatyalaliswe
11.	Iikhola zezinja azivumelekanga ukuba zisetyenziswe ngokungekho mthethweni okanye zisuswe
12.	Izinja ezithile azivumelekanga kwiindawo ezithile zikawonke-wonke
13.	Ukungathelekiswa kwezinja
14.	Izinja ezibangela uphazamiso
15.	Ukutshatyalaliswa kwezinja

16. Inani lezinja kwizakhiwo
17. Ukulawulwa kwezinja kwiindawo zikawonke-wonke
18. Uphawu oluthi “Lumkelainja”
19. Ukungena kwizakhiwo
20. Izindlu zezinja
21. Ukumiswa kunye nokuqeshiswa kwesikiti
22. Imisebenzi yomgcini sikiti
23. Izohlwayo
24. Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala
25. Isihloko esifutshane

Imithetho kaMasipala yezinja

UMphathi woMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 likaRhulumente waseKhaya; UMthetho ka-2000 weeNkqubo zakwaMasipala (uMteto omb.32 ka-2000), wufunde necandelo le-162 loMgaqo-siseko woMzantsi Africa ka-1996 (uMthetho nomb.108 ka-1996), uMasipala waseMbizana, wazisa: ngeMithetho kaMasipala eBhekisele eziNjeni, neyamkelwe liBhunga likaMasipala.

Iinkcazelo

1. Kule Mithetho kaMasipala , ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“Inja” ithethainja eliduna okanye elithokazi

“Intlawulo yokuqhuba” ithetha intlawulo ehlawulwa xainja ithe yathinjwa kunye yahanjiswa yasiwa esikiti ligosa likaMasipala eligunyazisiweyo ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala;

“Indlu yenja” ithetha nasiphi isakhiwo ekubhekiswa kuso kuluhlu 18(2)(a), (b) no(c) weShedyuli yoMthetho ka-1994 weLayisensi;

“UMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana

“IBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga likaMasipala waseMbizana elisekwe ngokwemiqathango yecandelo le-12 loRhulumente waseKhaya: uMthetho wamaCandelo kaMasipalaka nomb. 117 ka-1998, njengoko ulungisiwe ;

“Umnini” ngokubhekisele kwinja kuquka nabani ogcina okanye onenja okanye ojongeinja ngaphandle-

(a) komntu ekubhekiswa kuye kumhlathi (2)(c) no (d) kuluhlu lwe-18 lweShedyuli I yoMthetho weMvume ka-1974;

(b) ugqirha wezilwanyana ngokubhekisele kwinja eshiywe phantsi kokhathalelo lonyango lwakhe;

(c) abahlali ngelokuyikhusela kwinkohlakalo kunye nokonyuswa kwentlalo-ntle yezilwanyana ezibhalisiweyo ngokwemiqathango yoMthetho ka-1993 wokuKhuselwa kwNkohlakalo ngakwiziLanyana ngabaHlali, (uMthetho nomb. 169 ka- 1993).

“umgcini sikiti” uthetha umntu ojonge isikiti;

“okumiselweyo” kuthetha okumiselweyo liBhunga likaMasipala ngokwale miqathango yeMithetho kaMasipala;

“irhafu” ithetha irhafu erhafiswa ngeshedyuli efanelekileyo yale Mithetho kaMasipala;

“irisithi yokurhafa” ithetha irisithi ekhutshwe nguMasipala njengobungqina bentlawulo yerhafu;

“unyaka” uthetha isithuba sexesha leenyanga ezilishumi esiphela ngeyure yama-24h00 ngowama-31 kaDisemba.

Uxanduva lokurhafa

(2) (1) Umnini/umnikazi kufuneka ahlawule irhafu emiselweyo kwinja nganye enenyanga ezintandathu nangaphezulu ubudala.

(2) Akukho mnini/mnikazi unokugcinainja enenyanga ezintandathu nangaphezulu ubudala kwindawo kaMasipala ngaphandle kokuba loo nja ibhalisiwe kwiiofisi zikaMasipala kwaye, irisithi yentlawulo ehlawuliweyo ifunyenwe.

(3) Kuzo naziphi iinkqubo ezisemthethweni ngokwemiqathango yeMithetho kaMasipala ngakuye nabani ongayihlawulanga irhafu emiselweyo ngokwemiqathango yecandelwana (1), loo nja kufuneka ithathwe njengeneenyanga ezintandathu nangaphezulu ubudala ngaphandle kokuba kukho ubungqina obukhabana noko.

Umntu onoxanduva lokurhafa

3. Ngenjongo yale Mithetho kaMasipala nabani ogcineinja okanye

ekufunyenwe okanye ekubonwe nayiphi inja kwisakhiwo somhlaba wakhe uthathwa njengomnini/umnikazi walo nja de kubekho ubungqina obukhabana noko.

Ukukhululwa ekuhlawuleni irhafu

4. Aba banini/banikazi balandelayo bakhululwe ekuhlawuleni irhafu ekubhekiswa kuyo kwicandelo lesi-2

(1) Nabani ohlala ngaphandle kwengingqi kaMasipala-

(a) ozisa inja kwingingqi kaMasipala isithutba sexesha elingadlulanga kwiintsuku ezingama-30;

(b) ozisa inja kwaMasipala ngenjongo yonyango okanye yokuhlala kugqirha wezilwanyana okanye kwindlu yenja, kodwa loo nja kufuneka isuswe kwaMasipala kwangoko emva kolo nyango okanye koko kuhlala kwaye, umnini/umnikazi walo nja kufuneka abe unelayisensi ekhutshwe ligosa elinegunya kuloo ngingqi ihlala kuyo ngokwesiqhelo loo nja.

(2) Umntu ongaboniyo osebenzisa inja njengomkhokeli wayo okanye inja ekhokelayo.

Ukufaka isicelo sokuhlawula irhafu

5. (1) Nabani ofaka isicelo serisithi yokurhafela inja kufuneka anikezele ngamagama akhe apheleleyo kunye nedilesi kunye neenkukacha ezibhekisele kuhlobo lwenja nakubuni benja.

(2) Irhafu ehlawulwe ngokwemiqathango yecandelo lesi-2 irhafiswa unyaka nonyaka kwaye, iyahlawuleka:-

(a) ngomhla okanye ngaphambi komhla wama-31 kaJanuwari kunyaka ngamnye ngokubhekisele kwinja nganye esele ifikelele kubudala njengoko kumiselwe kwicandelo 2 (1); okanye

- (b) kwiintsuku ezingama-30 emva kokufikelela kobo budala bumiselwe kwinja nganye, emva komhla wama-31 kaJanuwari kodwa, kuyo nayiphi imeko aphoinja ifikelele kubudala obuziinyanga ezintandathu emva komhla wama-30 kaJuni wonyaka ochaphazelekayo, sisiqingatha serhafu kuphela ekufuneka sihlawulwe.
- (3) Ukuba irhafu emele ukuhlawulwa ayihlawulwanga, kuya kuhlawulwa inzala njengoko kumiselwe nguMasipala kodwa, loo nzala akufuneki idlule kuloo rhafu ifanele ukubhatalwa.
- (4) Ukufaka isicelo serhafu kunokwaliwa kwisicelo sokubhaliswa kwezinja ezaziwayo ukuba zinoburhalarhume kwaye, zinganobungozi kuluntu.

Irisithi yerhafu ephindwe kabini ukukhutshwa

6. Nabani na unokufumana irisithi yerhafu ephindwe kabini ukukhutshwa ekhutshwe ngokwemiqathango yecandelo lesi-2 ekuhlawulweni kweentlawulo ezifanelekileyo njengoko kumiselwe nguMasipala.

Ukutshintshelwa kwirisithi yerhafu komnye umntu

7. Apho ubunini/ubunikazi benja butshintshelwa komnye umntu, umtshintshiselwa emva kokuhlulwa kwentlawulo ezimiselweyo kuMasipala kufuneka enze olo tshintsho ukuba lungqinwe kwirisithi yerhafu kunye negama nedilesi yakhe okanye kwirisithi ephindwe kabini ukukhutshwa.

Ukuboniswa kwirisithi xa kuhlolwa

8. Umnini/umnikazi kufuneka abonise irisithi yerhafu ukuba ihlolwe lilo naliphi igosa eligunyazisiweyo xa eceliwe ukuba enze oko.

Ukuvalelwa kwezinja esikiti

9. (1) Naliphi igosa eligunyazisiweyo linokuthimba okanye lifake esikiti nayiphiinja-
- (a) ekukholelwa ngokufanelekileyo ukuba ayinamnini/mnikazi; okanye
 - (b) ekukholelwa ngokufanelekileyo ukuba ayihlawulwanga irhafu emele ukuhlawulwa ngokwemiqathango yale Mithetho.
- (2) Nabani na unokuthimba kwaye avalele esikiti nayiphiinja ayifumene ingene ngaphandle kwemvume kwipropati yakhe okanye ahleli kuyo kwaye-
- (a) abe ekholelwa ngokufanelekileyo ukuba ayinamnini/mnikazi; okanye
 - (b) akholelwa ngokufanelekileyo ukuba ayihlawulwanga irhafu emele ukuhlawulwa ngokwemiqathango yale Mithetho.
- (3) Ngaphandle kwamagatya ecandelwana (1) nele (2) akukho mntu kufuneka athimbe okanye avalele esikiti -
- (a) nayiphiinja akholelwa ngokufanelekileyo ukuba loo nja ikhululwe ekuhlawuleni irhafu ngokwemiqathango yecandelo lesi-4;
 - (b) nayiphi injakazi ekhulisa injana engafunwayo ngaphandle, kokuba loo njakazi kunye nenjana engafunwayo zivalelwe kunye esikiti; okanye
 - (c) nayiphi nainja enesifo ngokubhekisele kumagatya oMthetho ka-1994 weZifo zeziLwanyana njengoko ulungisiwe, uyasetyenziswa.
- (4) Nabani othimbeinja ngokwemiqathango yeli candelo kufuneka aqinisekise ukuba loo nja ayiphathwa kakubi ngayo nayiphiindlela.
- (5) Akukho mntu kufuneka akhulule nayiphiinja ethinjiweyo eselugcinweni okanye esikiti ngokwemiqathango yeli candela.

(6) Ngokubhekisele kuwo nawaphi amagatya akhabana nokuqulathwe kule Mithetho kaMasipala, nayiphiinja evalelwe esikiti kufuneka ivalelwe de umntu obanga loo nja abonise umgcini sikiti irisithi yerhafu exela oko kwaye, kufuneka kuhlawulwe kumgcini sikiti iintlawulo ezimiselweyo.

(7) Apho igama okanye idilesi yomntu ebonakala kwikhola yayo nayiphiinja evalelwe esikiti, umgcini sikiti kufuneka kuqala anike isaziso loo mntu uvaleleinja esikiti.

(8) Isaziso esibhaliweyo saza sathunyelwa kwidilesi ebonakala kwikhola sithathwa ngokuba sisaziso esaneleyo.

**Izinja ezingabangangwa zinokuthengiswa okanye
zitshatyalaliswe**

10. (1) aphoinja evalelwe esikiti ingabangwanga ngumntu onelungelo lokwenza oko kwiintsuku ezintlanu ivalelwe igosa eligunyazisiweyo linokubangela ukuba loo nja ithengiswe okanye itshatyalaliswe.

**Iikhola zezinja azivumelekanga ukuba zisetyenziswe ngokungekho
mthethweni okanye zisuswe**

11. (1) Umnini/umnikazi wenja enudala buziinyanga ezintandathu nangaphezulu kufuneka ayinike ikhola ebonisa ngokucacileyo uphawu legama kunye nedilesi lalo mnini/mnikazi.

(2) Akukho mntu kufuneka asebenzise okanye atshabalalise ikhola yenja ngokungekho mthethweni okanye oyisusa entanyeni yenja.

**Izinja ezithile azivumelekanga kwiindawo zikawonke-wonke
ezithile**

12. (1) Ngokubhekisele kumagatya akhabana nale Mithetho kaMasipala okanye nomnye umthetho ongomnye, akukho mntu kufuneka azise okanye avumele kwindawo kawonke-wonke nayiphiinja-

- (a) engekho mbuna, enobungozi okanye enobundlobongela;
 - (b) enomkhwa wokuhlasela okanye ukuleqa abantu, izithuthi, izilwanyana, iinkukhuokanye iintaka ngaphandle kwezakhiwo apho igcinwe khona loo nja;
 - (c) ingabangela umonakalo kuye nabani na okanye kuyo nayiphi ipropati; okanye
 - (d) eyinjakazi edumbileyo.
- (2) Naliphi igosa eligunyazisiweyo linokuyivalela esikitiinja ekubhekiswa kwicandelwana (1).

Ukungathelekiswa kwezinja

13. Akukho mntu kufuneka ngaphandle kwezi zathu abangele ukuba-

- (a) afunze ngayo nayiphi nainja, umntu, isilwanyane okanye intaka; okanye
- (b) avumele nayiphiinja ephantsi kweliso lakhe okanye kogcino lakhe ukuba ihlasele okanye yoyikise umntu, isilwanyana okanye intaka.

Izinja ezibangela uphazamiso

14. akukho mntu kufuneka agcineinja-

- (a) ebangela uphazamiso okanye inkathazo; okanye
- (b) egula sisifo esosulelayo ngaphandle kokuba nguirha wezilwanyana ogcine loo nja kwiklinikhi yonyango.

Ukutshatyalaliswa kwezinja

15. (1) UMasipala ngokubhekisele kumagatya ecandelo le-10 unokuyivalela ukutshatyalaliswa kwezinja apho-

- (a) kubonakala ukuba loo nja iluhlobo elimiselwe kwicandelo 12(1)(a), (b) kunye no(c) kwaye, loo mntu ubange loo nja

akanakungelo lakuyibuyiselwa ngokwemiqathango yeCandelo (7);

(b) loo nja ifunyenwe ingaphandle kwindawo kawonke-wonke nebonakala ingenamnini/mnikazi;

(c) loo nja ifunyenwe ngaphandle kwindawo kawonke-wonke kwaye, nomnini/umnikazi wayo walile okanye usilele ukuhlawula irhafu ebekumele ukuba uyihlawule ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala ngokubhekisele kuloo nja; okanye

(d) loo nja ikwimeko yokulimala enokubangela ukuba ngokokubona kaMasipala kuya kube kwenziwa ubuntu ngaloo nto.

Inani lezinja kwizakhiwo

16. Akukho mntu kufanele agcine ngaphezulu kwezinja ezintathu kwizakhiwo sakhe ngaphandle, kokuba ufumene imvume kuMasipala yokugcina ngaphezulu, ngentsebenziswano entle ebonakalisiweyo.

Ukulawulwa kwezinja kwiindawo zikawonke-wonke

17. (1) Akukho mntu ufanele avumele nayiphiinja ukuba iye kwindawo kawonke-wonke ngaphandle, kokuba umnini/umnikazi okanye omnye umntu ongomnye uyigcine ebhantini loo nja.

(2) Igosa eligunyazisiweyo linokufaka esikiti nayiphiinja efunyenwe ihamba-hamba ngaphandle kwaye, ingekho phantsi kolawulo lamntu kwindawo kawonke-wonke.

(3) Nabani na ojongene nenja kwindawo kawonke-wonke makayiphipe ngaphandle kwemfama esiyisebenzisa njengesikhokelo.

Uphawu oluthe “Lumkela izinja”

18. (1) Umntu ngamnye ogcine inja enoburhalarhume kwisakhiwo sakhe kufuneka abeke uphawu/umbhalo othi “Lumkela izinja” kwisakhiwo sakhe.

(2) Izilwanyana ezinoburhalarhume kufuneka zihlale zivalelwe okanye zigcinwe kwiindawo apho zingazukubangela uloyiko kuluntu okanye kubasebenzi bakaMasipala.

Ukungena kwezakhiwo

19. Igosa eligunyazisiweyo ngaso nasiphi isizathu esinxulumene nokusetyenziswa kweMithetho kaMasipala-

- (a) ngexesha elifanelekileyo ngaphandle kwesaziso linokungena nakwesiphi isakhiwo, likhatshwe yitoliki okanye omnye umncedisi walo ukuba libona kufanelekile ngenjongo-
- (i) yokwenza naluphi uvavanyo, uhlolo okanye uphando njengoko linokubona kufanelekile;
 - (ii) yokuphumeza naliphi igunya ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala kwaye, ngenxa yeso sizathu unokuphatha nasiphi isixhobo asibona sifanelekile kweso sakhiwo.
- (b) unokubiza umnini/umnikazi wenja ukubaancedise okanye anike iinkcukacha, kuquka amagama akhe apheleleyo kunye nedilesi njengoko elo gosa linokufuna ukuba kwenzeke njalo.

Izindlu zezinja

20. Ngokubhekisele kumagatya amacandelo awo nawuphi umthetho, akukho mntu unokumisa, alawule okanye agcine naziphi izindlu zezinja okanye ukumiswa kwendawo yokuhlala izilwanyana zasekhaya njengoko kucacisiwe kuluhlu 18(2)(a), (b) no(c)

weShedyuli 1 yoMthetho ka-1974 weLaysensi, kuyo nayiphi indawo ehlala abantu okanye nayiphi indawo ebihlelwe ngokwemiqathango yenkqubo evunyiweyo yokuplanwa kwedolophu ukuba ingasetyenziswa ukuhlala okanye kwiimitha ezingama-50 kulo ndawo.

Ukumiswa kunye nokuqeshwa kwesikiti

21. (1) UMasipala ngenjongo yale Mithetho kaMasipala unokumisa isikiti sezinja kwaye, aqeshise ngeso sikiti nakubani na okanye nakweliphi iqumrhu ngokwemiqathango kunye neemeko ezibonwa zifanelekile nguMasipala.
- (2) Ukuba isikiti siqeshisiwe kuye nabani na okanye kulo naliphi iqumrhu-
- (a) amagunya kunye nemisebenzi ebekwe kwicandelo 9, 10 nele-15 athathwa njengachongelwe loo mntu, elo qumrhu okanye kulo naliphi igosa eligunyazisiweyo eliqeshwe nguloo mntu okanye lelo qumrhu kwaye, amagatya amacandelo aselel echaziwe aya kusetyenziswa kunye notshintsho olufanelekileyo.
 - (b) loo mntu okanye elo qumrhu kufuneka livume ukwamkela esikiti nayiphiinja ethinjweyo ngokwemiqathango yecandelo le-9 okanye ele-17(2) ngenjongo yokuvalelwa kwayo esikiti kwaye, kufuneka ikhululwe ngokuhambelana nale Mithetho kaMasipala.
 - (c) loo mntu okanye elo qumrhu kufuneka libe nelungelo lokuhlululwa nayiphi intlawulo ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala yokuvalelwa kwenja esikiti kwaye, kuso nasiphi isixa esifumaneke kwintengiso yokuvalelwa kwenja esikiti ngokwemiqathango yecandelo 10(1)

Imisebenzi yomgcini sikiti

22. UMcini sikiti kufuneka-

- (a) asigcine sivuliwe isikiti phakathi kweye-08h00 kunye neye-16h30 kuzo zonke iintsuku zeveki;
- (b) amkele nayiphiinja eziswe esikiti ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala ngexesha leeyure apho sivuliweyo esikiti kwaye, kufuneka ngokubhekisele kumagatya ale Mithetho kaMasipala, agcine loo nja esikiti kodwa, umgcini sikiti unokwala ukwamkela loo nja kwaye, unokukhulula nayiphiinja ukuba nanini na unesizathu sokukholelwa ukuba loo nja yayingathinjwanga okanye ivalelwe ngokusemthethweni;
- (c) agcine irejista apho ezi nkcukacha zilandelayo ngokubhekisele ekuvalelweni kwenja esikiti zishicilelwe khona-
- (i) igama, idilesi ahlala kuyo umntu kunye nenombolo yomntu ovaleleinja esikiti;
 - (ii) ixesha kunye nomhla eyayivalelwe ngayo loo nja;
 - (iii) indawo apho yayithinjwe okanye yayifunyenwe kuyoinja;
 - (iv) umhla nexesha eyayithinjwe okanye eyyifunyenwe ngaloinja;
 - (v) isizathu sokuvalelwa esikiti;
 - (vi) ubudala, uhlobo, isini, iimpawu zemibala kunye nayiphiingozi efunyenwe kuyo xa umgcini sikiti ebeyamkela;
 - (vii) indlela ekhululwe ngayoinja leyo;
 - (viii) isixa semali esamkelweyo sokukhululwa okanye ukuthengiswa kwenja;

- (ix) ixabiso lazo naziphi iinkonzo zogqirha wezilwanyana ezenziweyo okanye ezokuthengiswa kwenja;
- (d) aqinisekise ukuba isixhobo esisetyenziswe ngokunxulumene nokuvalelwa kwezinja esikiti sigcinwa sikwimeko ecocekileyo ngamaxesha onke nakwimeko entle yokulingiswa;
- (e) aqinisekise ukuba isikiti asinazo ezi zinto zilandelayo iimpukane, izinambuzane, iimpuku kunye namavumba amabi;
- (f) aqinisekise ukubainja esesikiti ityiswe ngokufanelekileyo kwaye, ikhathalelwe;
- (g) izinja ezidumbileyo zibekwe zodwa;
- (h) athathe onke amanyathelo abalulekileyo ukunqanda umlo phakathi kwezinja ezisesikiti; kwaye
- (i) ayibeke yodwainja enesifo ngaphandle, kokuba loo nja inyangiwe ngugqirha wezilwanyana kwaye, athathe onke amanyathelo afanelekileyo ukubuyekeza amatyala enziwe ngoko kuloo mnini/mnikazi.

Izohlwayo

23. Nabani na otyeshela naliphi igatya lale Mithetho kaMasipala kufuneka afunyanwe enetyala kwaye, enoxanduva lokugwetyelwa isohlwayo okanye ukusilela kwakhe ukuhlawula aye entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintathu okanye zombini isahlwayo nentolongo.

Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

24. Anagatya ale Mithetho kaMasipala abhekisele eziNjeni ayabhangiswa nguMasipala njengoko idibana nemicimbi equlathwe kule Mithetho kaMasipala kodwa, loo magatya athathwa njengabhangiswayo

ngokubhekisele kuwo nawuphi uMthetho kaMasipala ongabhangiswanga nongakhabaniyo nale Mithetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane nokusungulwa kwayo

25. Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yeZinja.

No. 32

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YOKUGCINWA
KWEZILWANYANA**

UYILO LOKU-1

**IMITHETHO KAMASIPALA EBHEKISELE KUGCINO
LWEZILWANYANA, IINKUKHU KUNYE NAMASHISHINI AQUKA
UKUGCINA IZILWANYANA, IINTAKA, IINKUKHU OKANYE
IZILWANYANA ZASEKHAYA**

UMphathi woMasipala waseMbizana ngokwemiqathango yecandelo le-13 loRhulumente woMasipala; woMthetho ka-2000 weNkqubo kaMasipala (uMthetho nomb. 32 ka-2000, ufundwa necandelo lama-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka-1996 (uMthetho nomb. 108 ka-1996) wazisa ngeMithetho kaMasipala waseMbizana:IMithetho kaMasipala ebhekisele kugcino lwezilwanyana, iintaka kunye neenkukhu kunye namashishini aquka ukugcinwa kwezilwanyana, iintaka, iinkukhu okanye izilwanyana zasekhaya, ngokuvunywa nguMasipala waseMbizana.

IZIQULATHO

ISAHLUKO I

NGOKUBANZI

Icandelo

1. Iinkcazelo
2. Ukusetyenziswa kweMithetho kaMasipala
3. Izakhiwo zokugcina iMfuyo kunye neziNdlu zezinja
4. Ukugcinwa kweZilwanyana neeNkukhu
5. Iimpepha-mvume zokugcina iZilwanyana neeNkukhu
6. Imisebenzi yomgcini wezilwanyana, iintaka kunye neenkukhu

ISAHLUKO II

**UKUGCINWA KWEENKOMO, AMAHASHE, IIMEYILE KUNYE
NEEDONKI**

7. Iimfuneko kwizaKhiwo
8. Imisebenzi yoMalusi weeNkomo, amaHashe, iiMeyile kunye neeDonki

ISAPHLUKO III

UKUGCINWA KWEEHAGU

9. Imfuneko kwizaKhiwo
10. Imisebenzi yoMgcini weehagu

ISAPHLUKO SESI-IV

UKUGCINWA KWEEBHOKHWE NEEGUSHA

11. Imfuneko kwizaKhiwo
12. Imisebenzi yoMalusi weeBhokhwe neeGusha

ISAPHLUKO V

UKUGCINWA KWEENKUKHU

13. Imfuneko kwizaKhiwo
14. Umgcini weeNkukhu

ISAPHLUKO VI

UKUGCINWA KWEMIVUNDLA

15. Imfuneko kwizaKhiwo
16. Umgcini wemiVundla

ISAPHLUKO VII

UKUGCINWA KWEENTAKA

17. Imfuneko kwizaKhiwo
18. Umgcini weeNtaka

ISAPHLUKO VIII**UMRHWEBI WEMFUYO KUNYE NAMANYE AMASHISHINI AQUKA
UKUGCINWA KWEZILWANYANA OKANYE IINKUKHU**

19. Imfuneko zokuQhuba iShishini

ISAPHLUKO IX**IZINDLU ZEZINJA KUNYE NEEKHEYIJI ZEEKATI**

20. Imfuneko kwizaKhiwo

21. Imisebenzi yoMntu oLawula iziNdlu zezinja okanye iiKheyiji zeekati

ISAPHLUKO X**IIVENKILE NEMIZI YOKULUNGISA IINWELE ZEZILWANYANA
ZASEKHAYA**

22. Imfuneko kwizaKhiwo

23. Umsebenzi womrhwebi

ISAPHLUKO XI**UKUTHENGISA IINKUKHU NEMIVUNDLA**

24. Imfuneko zokuthengisa esitalatweni

25. Imisebenzi wasesitalatweni

ISAPHLUKO XII**UKUGCINWA KWEENYOSI**

26. Ukugcinwa kweeNyosi

ISAHLUKO XIII
IINTLOBO NGENTLOBO

- 27. Ukukhutshwa kwamanzi
- 28. Ukukhutshwa kweetephu
- 29. Inkathazo
- 30. Isigulo esinokubalelwa kwizilwanyana
- 31. Ukuhlolwa
- 32. Amatyala Nezohlwayo

ISHEDYULI 1: IMVUME

IMVUME 2: UKUFAKA ISICELO SEMPEPHA-MVUME

ISAHLUKO I**NGOKUBANZI****IINKCAZELO**

1. Kule Mithetho kaMasipala ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into-

“okufanelekileyo” kuthetha okufanelekileyo ngokokubona kukaMasipala;

“isilwanyana” sithetha nayiphi inkomo, ihashe, imeyile, idonki, ihagu, umvundla, ikati nenja;

“okwamkelweyo” kuthetha okwamkelwe ligosa lezempilo ngokubhekisele kwiimfuneko ezifanelekileyo zezempilo zikawonke-wonke ngemeko ethile;

“indlu yokugcina iintaka” ithetha indawo enophahla okanye indawo engenaphahla ebiyelweyo esetyenziselwa ukugcinwa kweentaka, indawo engeyiyo ikheyiji ephathekayo;

“inkqubo yeebhokisi ezininzi ekugcinwa kuzo iinkukhu ezizalayo okanye ezisetyenziswayo” ithetha indlela yokugcina iinkukhu okanye imivundla kwindlu yezilwanyana nokuba kungeerowu ezimeleyo okanye elithala kwizakhiwo okanye kwindawo;

“uMasipala” uthetha uMasipala osekwe ngokwemiqathango yecandelo le-13 loRhulumente waseKhaya: uMthetho ka-1999 weNkqubo yamaCandelo kaMasipala (uMthetho nomb. 29 ka-1999);

“intaka” ithetha nasiphi isilwanyana esineentsiba nomqolo ngaphandle kwenkukhu;

“ikheyiji yeekati” ithetha izakhiwo apho kukho iizixhobo zokuhlalisa iikati okanye apho kugcinwa khona iikati;

“indawo yokuhlala” ithetha nasiphi isakhiwo okanye inxalenye yaso ekubhekiswa kuyo esetyenziselwa ukuhlala abantu;

“indawo ebiyelweyo” ngokubhekisele kwizilwanyana, ithetha nabuphi ubuhlanti, idlelo elincinane lamahashe okanye enye indawo ebiyelweyo okanye ingingqi ebiyiweyo esetyenziselwa ukuhlalisa, ukugcina okanye ukuqeqesha izilwanyana;

“igosa lezempilo” lithetha igosa lezempilo lezonyango eliqeshwe ngokwemiqathango yecandelo lama-22 okanye lama-25 loMthetho ka-1977

wezempilo (uMthetho nomb. 63 ka-1977) , kuquka nomhloli wezempilo oqeshwe ligunya lasekhaya ngokwemiqathango yecandelo lama-24 laloMthetho;

“izindlu zezinja” zithetha izakhiwo apho-

- (a) kubonelelwa ngezixhobo zokuhlala kwezinja;
- (b) izinja zikhuliselwa ukuthengiswa; okanye
- (c) izinja zigcinwa ngenjongo yokuba ziqeqeshwe okanye ziqeshise zinabaqhelisi okanye zingenabaqhelisi

“imfuyo” ithetha amahashe, iinkomo, iigusha, iibhokwe, iihagu, iimeyile, iidonki kunye neenkukhu;

“umasipala” uthetha uMasipala waseMbizana okhankanywe kwicandelo lama-59, lifunde necandelo lama-81(2) lomthetho ka-2000 weNkqubo kaMasipala woRhulumente waseKhaya (uMthetho nomb.32 ka-2000), ngokwemiqathango yeCandelo lama-157 (1) loMgaqo-siseko ka-1996 yeRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika (uMthetho nomb. 108 ka-1996), okanye umntu ochongwe yiyo nayiphi idlu yowiso-mthetho okanye sisindululo sikaMasipala ukuba ammele;

“uphazamiseko” kuthetha uphazamiseko njengoko kucacisiwe kuMthetho ka-1997 wezeMpilo (uMthetho nomb. 63 ka-1977);

“umnini/umnikazi wempepha-mvume” uthetha umntu okhutshelwe imvume ligosa lezempilo ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala;

“umntu olawulayo” uthetha nabani na oyena mntu ulawulayo okanye oyena ulawula izakhiwo okanye ishishini;

“isilwanyana sasekhaya” sithetha nasiphi isilwanyana sasekhaya okanye esinye isilwanyana esinokugcinwa ngokusemthethweni njengesilwanyana sasekhaya kuquka nayiphi intaka okanye nasiphi isilwanyana esirhubuluzayo esingenabungozi;

“indawo yokwenza iinwele zezilwanyana zasekhaya” ithetha naziphi izakhiwo ekukhathalelwa kuzo ubuhle bezinja okanye iikati ngokuba zihlanjwe, zomiswe, zibhrashwe, zichetywe okanye kuhoywe iinziphi namazinyo azo;

“ivenkile yezilwanyana zasekhaya” zithetha amashishini okugcina nokuthengisa izilwanyana zasekhaya kwizakhiwo ezinelayisensi ngenjongo eziphantsi koMthetho ka-1974 weeLayisensi (uMthetho nomb. 19 ka-1974)

“ihoko yeehagu” ithetha nasiphi isakhiwo, indawo okanye indawo ebiyelweyo apho kugcinwa khona iihagu;

“iinkukhu” zithetha iinkukhu, amadada, amadada, amarhanisi, iikarikuni, amahobe, iipikoko, kunye neempangele zasemakhaya;

“indlu yeenkukhu” ithetha nasiphi isakhiwo okanye indawo enophahla ngaphezulu, ngaphandle kwendawo apho kusetyenziswa iibhokisi ezininzi ekugcinwa kuzo iinkukhu ezizalayo okanye ezisetyenziswayo, apho kugcinwa khona iinkukhu;

“indawo yokubaleka iinkukhu” ithetha nayiphi indawo enomngxunya womnatha engenaphahla okanye enye indawo ebiyelweyo nokuba yongeziwe okanye ayongezwanga kwindlwana yomvundla apho kugcinwa khona iinkukhu;

“izakhiwo” zithetha nawuphi umhlaba, isakhiwo, indawo okanye nasiphi isiqephu somhlaba, isakhiwo, indawo apho nayiphi imicimbi echazwe yile Mithetho kaMasipala iqhubekela khona;

“indawo kawonke-wonke” ithetha nayiphi indlela, isitalato, indledlana esecaleni kwendlela, indlela ekekeleyo, ipaki okanye enye indawo apho uluntu lunegunya kunye nokufikelela ngokungenasithintelo;

“indlwana yomvundla” ithetha nasiphi isakhiwo okanye indawo enophahla ngaphezulu, ngaphandle kwendawo apho kusetyenziswa iibhokisi ezininzi ekugcinwa kuzo iinkukhu ezizalayo okanye ezisetyenziswayo, apho kugcinwa khona imivundla;

“indawo yokubaleka imivundla” ithetha nayiphi indawo enomngxunya womnatha engenaphahla okanye enye indawo ebiyelweyo nokuba yongeziwe okanye ayongezwanga kwindlwana yomvundla apho kugcinwa khona imivundla;

“isitali” sithetha nasiphi isakhiwo okanye indawo okanye nayiphi inxalenye ekubhekiswa kuyo esetyenziselwa ukuhlalisa okanye ukugcina naziphi iinkomo, amahashe, iimeyile okanye iidonki;

“izilwanyana ezilahlekileyo” zithetha izilwanyana ezifunyenwe kwingingqi kaMasipala ngaphandle kwemvume kaMasipala

UKUSETYENZISWAKWEMITHETHO KAMASIPALA

2. (1) Amagatya ale Mithetho kaMasipala kufuneka angasetyenziswa –

- (a) kugcino lweenkomo ngenjongo yokuvelisa ubisi;
- (b) kuwo nawuphi umboniso apho izilwanyana, iinkukhu okanye iintaka zigcinwe okwethutyana;

(c) kuyo nayiphi ilebhu apho izilwanyana, iinkukhu okanye iintaka zigcinelwe injongo yophando;

kodwa igosa lezempilo ukuba lanelisekile kukuba ukusetyenziswa kwegatya elinye okanye nangaphezulu kwale Mithetho kaMasipala kufanelekile ngokomdla wezempilo kawonke-wonke linokukhuphela loo mntu uchaphazelekayo isaziso limcela ukuba ahambelane nelo gatya.

- (2) Amagatya ecandelo lesi-3, 4, 5, 10, kunye nele-11 kufuneka angasetyenziswa kugcino lwethutyana lwebhokhwe kuwo nawuphi umhlaba ngenjongo yokubonelela ngobisi ngezizathu zezempilo okuziswa ngaphambi kokukwamkelwa ligosa lezempilo kwaye, akukho luphazamiso luye lwakhona ekugcineni loo bhokhwe.
- (3) Igatya lecandelo lesi-3, 4(a), 6,8,10,12,14,16,18,19 kunye nelama-21 kufuneka lisetyenziswe kuphela kwizakhiwo ezitsha, ezilungiswe ngokutsha, eziguquliweyo emva kokusungulwa kwale Mithetho kaMasipala. Ukuba igosa lezempilo lanelisekile kukuba ukusetyenziswa kwegatya elinye okanye nangaphezulu kweemfuneko ezichaziweyo ezifanelekileyo ngokomdla wezempilo kawonke-wonke linokunikezela ngesaziso esibhaliweyo kumnini/umnikazi okanye umntu ezi phantsi kolawulo lwakhe ezo zakhiwo, ukuhambelana nezo mfuneko njengoko zinokuchazwa kunye nexesha elifanelekileyo elibekwe kwisaziso.
- (4) Amagatya amacandelo 12(d), (f) kunye no(g) kunye no-13(d) ukuya ku(h) edibene kufuneka angasetyenziswa kugcino lweenkukhu ezingadlulanga eshumini.
- (5) Amagatya amacandelo u-14 (c) kunye no(e) kunye no-15 (d) ukuya ku(h) edibene kufuneka angasetyenziswa kugcino lwemivundla engadlulanga eshumini.

IZAKHIWO ZOKUGCINA IMFUYO KUNYE NEZINDLU ZEZINJA

3. Akukho mntu kufuneka-

- (a) agcine imfuyo engezo nkukhu okanye agcine izindlu zezinja ngaphakathi kwayo nayiphi ingingqi echazwe nguMasipala njengengakulungelanga ukugcina imfuyo kodwa, ngaphambili kufuneka ingasetyenziswa kwiklinikhi yezilwanyana okanye kwisibhedlele sezilwanyana esisebenzisana noMasipala ochaphazelekayo;
- (b) agcine nayiphi imfuyo engezo nkukhu kwezo zakhiwo zime kumhlaba ongaphantsi kwihektare e-1 kodwa, kwimeko yomthengisi okanye umntu

othenga athengise ngenjongo yokuzuza kwimfuyo, umhlaba kufuneka ungabikho ngaphantsi kwehektare ezi-2,5 ubukhulu.

UKUGCINWA KWEZILWANYANA, IINKUKHU NEENTAKA

4. Akukho mntu kufuneka agcine nasiphi isilwanyana, inkukhu, intaka kwisakhiwo okanye kuzo nasiphi izakhiwo-
- (a) ngokungahambelanai namagatya ale Mithetho kaMasipala;
 - (b) ezenziwe, ezigcinwe okanye ezimele ukuba kugcinwe izilwanyana, iinkukhu okanye iintaka ekubhekiswa kuzo, ngokokubona kwegosa lezempilo ekulindeleke ukuba zingenza uphazamiso okanye ingozi kwezempilo.

IIMVUME ZOKUGCINA IZILWANYANA NEENKUKHU

5. Akukho mntu kufuneka agcine nasiphi isilwanyana, inkukhu okanye intaka kwizakhiwo okanye kuzo naziphi izakhiwo
- (a) ngokungahambelana namagatya ale Mithetho kaMasipala;
 - (b) ezenziwe, ezigcinwe okanye ezimele ukuba kugcinwe izilwanyana, iinkukhu okanye iintaka ekubhekiswa kuzo, ngokokubona kwegosa lezempilo ekulindeleke ukuba zingenza uphazamiso okanye ingozi kwezempilo.

IIMVUME ZOKUGCINA IZILWANYANA NEENKUKHU

6. Akukho mntu kufuneka-
- (a) agcine nasiphi isilwanyana okanye inkukhu ngokudlulileyo kwinani elichazwe kuloo mvume: Ukuba inzala yaso nasiphi isilwanyana esanyisayo sisancanca kufuneka singathathelwa ingqalelo;
 - (b) agcine okanye avumele ukugcinwa ngaphezulu kweenkukhu ezilikhulu kwindawo yezolimo kodwa-
 - (i) ukuba igosa eligunyazisiweyo libona uphazamiseko okanye ingozi akungalindelekanga ukuba ingenziwa kwimpilo yoluntu, ngesicelo esifakiweyo nesibhaliweyo ngumnini/umnikazi linokumnika loo mnini/umnikazi imvume yokugcina inani leenkukhu elingaphezulu kwelo limiselweyo;
 - (ii) kwaye amagatya eli candelo alisetyenziswa kumfama weenkukhu onyanisekileyo.

- (2) Isicelo salo mvume kufuneka senziwe kwifomu emiselweyo kwigosa lezempilo kokusingqongileyo.
- (3) Imvume ayitshintshelwa komnye umntu kwaye, iphelelwa ngomhla umnini/umnikazi-mvume aqala ngawo ukugcina izilwanyana okanye iinkukhu ngokwenjongo eyayikhutshelwe yona.
- (4) Umnini/umnikazi wemvume kufuneka azise igosa lezempilo ngokubhaliweyo ukuba uqalile ukugcina izilwanyana okanye iinkukhu ngemvume eyayikhutshelwe ukwenza oko okanye kulo nakuphi ukukhula kwinani lezilwanyana okanye iinkukhu ezigciniweyo kudlulile kwinani elichaziweyo kwimvume echaphazelekayo, kwiintsuku ezilishumi zako nakuphi ukwenzeka kwako.
- (5) UMasipala unokuyirhoxisa imvume ekhutshiweyo ngokwemiqathango yecandelwana (1)(a), ukuba-
 - (a) ukwenziwa okanye ukulungiswa kwezakhiwo ezichaphazelekayo nanini na ukuba akuhambelani nalo naliphi igatya lale Mithetho kaMasipala; okanye
 - (b) umnini/umnikazi uyakhabana okanye uyasilela ukuhambelana naliphi igatya; kwaye
 - (c) umnini/umnikazi uyasilela ukuhambelana nesaziso esibhaliweyo esivela kwigosa elimcela ukuba eso sakhiwo sihambelane nale Mithetho kaMasipala okanye koko kukhabana okanye koko kusilela kwisithuba sexesha elichaziweyo ngexesha elifutshane;
 - (d) nasiphi isifo esinokuqala ngequbuliso phakathi kwezilwanyana okanye iinkukhu ezigcinwe phantsi kwale mvume, ngokokubona kwegosa lezempilo okanye ugqirha wezilwanyana esikwimeko ekulindeleke ukuba singenza ingozi kwimpilo yoluntu, kwezinye izilwanyana;
 - (e) umnini/umnikazi okanye umntu olawula izakhiwo ngexesha yena buqu okanye umsebenzi athintela igosa lezempilo ekwenzeni umsebenzi wakhe phantsi kwale mithetho kaMasipala;
 - (f) umnini/umnikazi-mvume ufunyenwe enetyala yinkundla enobuchule yokukhabana nale Mithetho kaMasipala;
 - (g) ngokokubona kwegosa lezempilo kokusingqongileyo, kukho uphazamiseko olukhoyo kuluntu ngenxa yokugcinwa kwezilwanyana.

- (6) Igosa njengoko invume irhoxisiwe kufuneka kwangoko, lazise umnini/umnikazi wemvume ngoko ngokubhaliweyo.
- (7) Igosa lezempilo ngokubhekisele kumagatya angaphambili eli candelo linokukhupha invume entsha ukuba lanelisekile kukuba isizathu sorhoxiso asisekho kwaye, akukho sizathu sinokubangela ukungakhutshwa kwemvume entsha.

IMISEBENZI YOMGCINI WEENKOMO, IINTAKA OKANYE IINKUKHU

7. (1) Wonke umntu ogcina izilwanyana kufuneka-
 - (a) agcine izakhiwo, nasiphi isixhobo, isikhongozelo, isitya esisetyenziswa ngokudibeneyo nokugcinwa kwimeko ecocekileyo kunye nolungiso olufanelekileyo;
 - (b) athathe iinkqubo ezisebenzayo ukukhusela ukuveliswa kunye nokutshatyalaliswa kweempukane, amaphela, izikrekrethi kunye nezinye izilwanyana ezikhathazayo; kunye
 - (c) nokususwa kwawo wonke umgquba esitalini, ehokweni, nakwindawo ebiyelweyo isithuba seentsuku ezisi-7 ubuncinci kwindawo ebiyelweyo, kwisakhiwo okanye ishedhi yokulala iibhokhwe neegusha;
 - (d) aqinisekise ukuba umgquba ulahlwe ngendlela engazukubangela uphazamiso.
- (2) Wonke umntu ogcina iintaka kunye neenkukhu kufuneka-
 - (a) ahambelane ngotshintsho olufanelekileyo lwamagatya (6)(1)(a), (b) kunye no(c);
 - (b) agcine izakhiwo zingenamavumba acaphukisayo aphuma Ekugcinweni kweentaka kunye neenkukhu; kwaye
 - (c) aqinisekise ukuba iinkukhu okanye iintaka aziphazamisi okanye zithintele ulonwabo, uncedo, uxolo okanye ucwangco eluntwini.

ISAHLUKO II**UKUGCINWA KWEENKOMO, AMAHASHE, IIMEYILE KUNYE
NEEDONKI****IIMFUNeko KWIZAKHIWO**

8. Ukugcinwa kweenkomo, amahashe, iimeyile kunye needonki, kufuneka Kuboekho isitali okanye indawo ebiyelweyo ehambelana nezi mfuno zilandelayo-
- (a) lonke idonga kunye nesitali esahluliweyo kufuneka zenziwe ngezitena, ilitye, ikhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo;
 - (b) umgangatho wangaphakathi wedonga lesitali kufuneka wenziwe ngesitena esigudileyo okanye esinye isixhobo esomeleleyo nesiwenza ugude;
 - (c) umgangatho wesitali kufuneka wenziwe ngekhonkrithi kunye nezixhobo ezingenakungenwa ngamanzi eziwenza ugude, wenziwa wangumjelokazi kwaye wakhutshwa namanzi ngokwemigqaliselo yecandelo lama-25.
 - (d) nayiphi indawo ebiyelweyo kufuneka inendawo eyi-10m² ubuncinci kwintloko nganye yenkomo, ihashe, imeyile okanye idonki ukuba ingahlala kuyo kwaye, ucingo kufuneka lwenziwe ngesixhobo ngocingo olomeleleyo ukuthintela ezo zilwanyana ekutyhobozeni;
 - (e) akukho ndawo ibiyelweyo kufuneka ibe kwindawo ezimitha ezili-100 kwaye, akukho sitali kufuneka sibe kwindawo ezimitha ezingaphantsi kwe-15 kuwo nawuphi umda wawo nawuphi umhlaba, indawo yokuhlala okanye isakhiwo esisesinye okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye kwiimitha ezingama-50 zalo naliphi iqula, umlambo okanye omnye umthombo ohambisa amanzi acetyelwa okanye asetyenziselwa ukusetyenziswa ngabantu.
 - (g) indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoca kufuneka ifumaneki kwisitali ngasinye okanye indawo ebiyelweyo okanye kufuphi nesitali okanye indawo ebiyelweyo.

**IMISEBENZI YOMGCINI WEEENKOMO, AMAHASHE, IIMEYILE KUNYE
NEEDONKI**

9. Wonke umntu ogcina nayiphi inkomo, ihashe, imeyile kunye nedonki kufuneka-

- (a) aqinisekise ukuba nasiphi eso isilwanyana sigcinwe esitalini okanye kwindawo ebiyelweyo;
- (b) ahambelane, afunde ngotshintsho olufanelekileyo, namagatya ecandelo 6(1)(a), (b) kunye no(d).

ISAHLUKO III

UKUGCINWA KWEEHAGU

IIMFUNeko KWIZAKHIWO

10. (1) Ukugcinwa kweehagu, kufuneka kubekho ihoko enezi mfuno zilandelayo-
- (a) lonke udonga kufuneka lenziwe ngezitena, ilitye, ikhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo esingekho ngaphantsi kweemitha ezi-1.5 kwaye kufuneka linomgangatho ongaphakathi ogudileyo;
 - (b) ihoko kufuneka unendawo engumgangatho oyi-3m² ubuncinci , ube nendawo eyi-6m² ubuncinci uwonke ukuze ihagu nganye ibe nako ukuhlala
 - (c) ukudibana okuphakathi kwamadonga nemigangatho kufuneka yogqunywe.
 - (d) umgangatho kufuneka ubuncinci ube ziimitha ezili-150 ukujikeleza ngaphezulu komhlaba, wenziwe ngekhonkrithi kunye nezixhobo ezingenakungenwa ngamanzi eziwenza ugude, ezenziwe zilungiselela ukuphuma kwamanzi kumjelo ongaphandle kwehoko;
 - (e) ihoko kufuneka yenziwe ngendlela ethintela iihagu ekutyhobozeni;
 - (f) akukho hoko kufuneka ibe kwiimitha ezili-100 kuyo nayiphi indawo yokuhlala okanye kwesinye isakhiwo okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye kumda walo naliphi iqula, umlambo okanye omnye umthombo ohambisa amanzi acetyelwa okanye asetyenziselwa ukusetyenziswa ngabantu.
- (2) akukho mntu kufuneka agcine naziphi iihagu kwizakhiwo ezime kumhlaba ozihekthare engaphantsi kwe-1 ubukhulu. Ukuba kwimeko yomrhwebi okanye

umathenga-thengisa wemfuyo, umhlaba kufuneka ungabikho ngaphantsi kwehekthare ezi-2.5 ubukhulu.

(3) akukho ndawo ibiyelweyo kufuneka ibe kwindawo ezimitha ezili-100 kwaye, akukho sitali kufuneka sibe kwindawo ezimitha ezingaphantsi kwe-15 kuwo nawuphi umda wawo nawuphi umhlaba, indawo yokuhlala okanye isakhiwo esisesinye okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye kwiimitha ezingama-50 zalo naliphi iqula, umlambo okanye omnye umthombo ohambisa amanzi acetyelwa okanye asetyenziselwa ukusetyenziswa ngabantu.

(4) indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoca kufuneka ifumaneka ehokweni okanye kumdibaniso wehoko.

IMISEBENZI YOMGCINI WEEHAGU

11. Akukho mntu ugcina naziphi iihagu kuzo naziphi izakhiwo kufuneka-

- (a) aqinisekise ukuba iihagu zigcinwa ehokweni;
- (b) ahambelane afunde ngotshintsho olufanelekileyo, namagatya ecandelo 6(1)(a), (b) kunye no(d).

ISAPHLUKO IV

UKUGCINWA KWEEBHOKHWE NEEGUSHA

IIMFUNeko KWIZAKHIWO

12. Ukugcinwa kweebhokhwe neegusha kufuneka kubekho ezi mfuneko zilandelayo-

- (a) indawo ebiyelweyo enommandla obuncinci buyi-1,5 m² kwibhokhwe nganye okanye igusha eza kuhlala apho, ubuncinci ibe nommandla womgangatho oyi-30 m²;
- (b) ukuba isakhiwo okanye ished i bonelelwe ngenjongo yolo gcino, kufuneka ihambelane nezi mfuneko zilandelayo-
 - (i) udonga ngalunye olulapho kufuneka lwenziwe ngesitena, ilitye, ikhonkrithi, okanye esinye isixhobo lonke udonga okanye esinye isixhobo esomeleleyo esingekho ngaphantsi kweemitha ezi-2 ubude kwaye, kufuneka linomgangatho ongaphakathi ogudileyo;
 - (ii) umgangatho kufuneka wenzelwe ukunqanda ukudama kwamanzi kwaye, kufuneka ucociwe kwaye uphuculwe ukuyokufkelela kwelona nqanaba lezakhiwo;

- (c) akukho sakhiwo okanye ished i kufuneka ibe kwindawo ezimitha ezili-15 kwaye, akukho ndawo ibiyelweyo kufuneka ibe kwindawo ezimitha ezili-100 yawo nawuphi umda wawo nawuphi umhlaba, indawo yokuhlala okanye isakhiwo esisesinye okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye kwiimitha ezingama-50 zalo naliphi iqula, umlambo okanye omnye umthombo ohambisa amanzi acetyelwa okanye asetyenziselwa ukusetyenziswa ngabantu;
- (d) indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoqa kufuneka ifumaneke esitalini okanye kumdibaniso wesitali.

IMISEBENZI YOMALUSI WEEBHOKHWE NEEGUSHA

13. Wonke owalusa nayiphi ibhokhwe okanye igusha kufuneka-

- (a) aqinisekise ukuba sonke isilwanyana sigcinwe kwindawo ebiyelweyo, kwisakhiwo okanye eshedini;
- (b) ahambelane, afunde ngotshintsho olufanelekileyo, namagatya ecandelo 6(1)(a), b),(c) kunye no(d).

ISIAHLUKO VI UKUGCINWA KWEENKUKHU

IIMFUNeko KWIZAKHIWO

14. Ukugcinwa kweenkukhu, kufuneka kukho izakhiwo ezihambelana nezi mfuneko zilandelayo-

- (a) indlu yeenkukhu ehambelana nezi mfuneko zilandelayo-
- (i) lonke udonga olulapho kufuneka lenziwe ngezitena, ilitye, ikhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo kwaye, kufuneka linomgangatho ongaphakathi ogudileyo;
- (ii) umgangatho kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye ngesinye isixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo, wenziwe ugude;
- (iii) imigangatho engaphezulu yendawo ezimbini nangaphezulu zamathala kufuneka yenziwe ngesixhobo esomeleleyo nesicoceka ngokulula;
- (iv) kufuneka inommandla ubuncinci oyi-0,2 m² kwinkukhu nganye

endala, idada, irhanisi, impangele zasemakhaya; ube yi-0,5m²
kwirhanisi ngalinye elidala, ikarikuni, ipikoko kwaye, ube yi- 0.14m²
kwihobe ngalinye elidala elihlala apho, ubuncinci xa udibene ube
ngummandla oyi-4m²;

(b) Indawo yokubalekela iinkukhu, ukuba ikhona, kufuneka ibiyelwe ngocingo olunemingxunya okanye esinye isixhobo esomeleleyo;

(c) Ukuba kusetyenziswe inkqubo yebhetri, isakhiwo okanye indawo apho inkqubo ibekwe khona, yenziwa kwaye, yalungiswa ngokuhambelana nezi mfuneko zilandelayo, kufuneka ikho-

(i) udonga ngalunye, ukuba lukhona, kufuneka ubuncinci buyi-2.4 m ukuphakama kwaye, kufuneka lenziwe ngekhonkrithi, ilitye, izitena okanye esinye isixhobo esomeleleyo kwaye, kufuneka sinomgangatho wangaphakathi ogudileyo;

(ii) ukuba amadonga akhona izakhiwo kufuneka zinendawo ephuma umoya neyokulayita eyenziwe ngomatshini wokukhupha umoya nokulayita okanye ngokufumana indawo enomoya oziphumelayo ongeyondalo okanye ukukhanya okuzenzekelayo okuvela endalweni ngeendawo evulekileyo okanye iifestile zendawo elingana kodwa engekho ngaphantsi kweepesenti ezili-15 zommandla womgangatho wesakhiwo;

(iii) umgangatho kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye ngesinye isixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo, wenziwe ugude kwaye; ukuba oko kufunwa ligosa lezempilo, umphezulu womgangatho kufuneka uphuculwe kwayo ukhutshwe amanzi ngomjelo okhupha amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25;

(iv) ukuba akukho zindonga zikhoyo okanye azenziwanga ngesinyithi, umgangatho kufuneka ubanjwe ngetyathanga lomkhala ubuncinci obuzimilimitha ezingama-250 ukuphakama kugabadelo lwazo;

(v) sonke isiphambuka phakathi komgangatho neendonga kunye netyathanga lomkhala kufuneka zogqunywe;

(vi) iikheyiji zesinyithi kufuneka zenziwe ngesixhobo esomeleleyo;

(vii) ukuba igosa lezenipilo lifuna ngolo hlobo, isithebe sesixhobo esomeleleyo kunyo noyilo kufuneka sifakwe phantsi kwekheyiji nganye kulungiselelwe ukuqokelelwa komgquba.

- (viii) isitya sokuhlambela izandla sokuhanjiswa kwamanzi ongaguqukiyo esibekiweyo kufuneka sikho kwaye, sikhutshwe amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25;
- (d) indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoca kufuneka ifumaneke kwinkqubo yebhetri, isakhiwo, indawo okanye kumdibaniso wendlu yeenkukhu.
- (e) kufuneka kubekho ubuncinci obuzimitha ezi-3 yendawo ecacileyo nengaphazanyiswanga phakathi kwayo nayiphi indlu yeenkukhu, indawo yokubalekela iinkukhu okanye isakhiwo okanye indawo eyenziwe ngesinyithi nayo nayiphi indawo ekufutshane kuyo nayiphi indawo yokuhlala, esinye isakhiwo, okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye indawo ekugcinwa kuyo izinto ezityiwayo okanye elungiselelwa ukusetyenziswa ngabantu nakumda okufutshane wawo nawuphi umhlaba;
- (f) indlu yokugcina kufuneka inendawo yokugcina ukutya, apho kuza kusetyenziswa khona inkqubo yebhetri.
- (g) iqonga lokuhlambela lekhonkrithi elomeleleyo elimgobongqo elisisinqandi okanye umkhombe westili onebhodi yokukhupha amanzi nekungena kuyo amanzi ngawo onke amaxesha kufuneka ikho okanye iyamane nesakhiwo okanye naloo ndawo yokucoca nokubulala izinambuzane. Kufuneka kukhutshwe amanzi kwiqonga lokuhlambela kunye nakumkhombe ngokwemiqathango yecandelo lama-25.

IMISEBENZI YOMGCINI WEENKUKHU

15. Wonke umntu ogcina iinkukhu kufuneka-

- (a) aqinisekise ukuba zonke iinkukhu zigcinwe ngaphakathi endlwini yazo, kwindawo yokubaleka iinkukhu, isakhiwo okanye indawo eyindlu eyenziwe ngesinyithi;
- (b) ahambelane, afunde ngotshintsho oluyimfuneko, namagatya ecandelo 6(1)(a),(b), (c) kunye no(d);
- (c) azigcine zonke izakhiwo zingenamavumba kwaye, yonke indlu yeenkukhu, indawo yokubaleka iinkukhu, isakhiwo okanye indawo eyindlu eyenziwe ngesinyithi kwaye, zonke iikheyiji zicoceke zingabi nazilwanyana zikhathazayo;
- (d) asuse wonke umgquba nokunye okuyinkunkuma ekuvela endlwini yeenkukhu nakwindawo yokubalekela iinkukhu ubuncinci, kanye kwiiyure ezingama-48

kwaye, kanye kwiintsuku ezi-4 okanye ngaphezulu nangesithuba esivunywe ligosa lezempilo kwisakhiwo, okanye indawo eyenziwe ngesinyithi ; abeke umgquba nokunye okuyinkunkuma kwizitya zokugcina imigquba;

- (e) asuse zonke iziqulatho zezitya zokugcina umgquba kwizakhiwo ubuncinci kanye kwiintsuku eziyi-7 kwaye, alahle apho ngendlela engazukumngenisa enkathazweni; kwaye
- (f) angagcini nasiphi isixhobo okanye into nakweyiphi na indlu yeenkukhu, isakhiwo okanye indawo eyenziwe ngesinyithi ngaphandle, kwesixhobo okanye into eyimfuneko ukuba ingasetyenziswa kuloo ndlu, indawo yokubaleka iinkukhu, isakhiwo okanye indawo.

ISAPHLUKO VI

UKUGCINWA KWEMIVUNDLA

IIMFUNENKO KWIZAKHIWO

16. Ukugcinwa kwemivundla, kufuneka kukho izakhiwo ezihambelana nezi mfuneko zilandelayo-
 - (a) nayiphi indlwana yomvundla ehambelana nezi mfuneko zilandelayo-
 - (i) lonke udonga olulapho kufuneka lenziwe ngezitena, ilitye, ikhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo kwaye, kufuneka linomgangatho ongaphakathi ogudileyo;
 - (ii) umphandle womgangatho ekufanele ukuba, ubuncinci ube ziimilimitha ezingama-150 kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye ngesinye isixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo, wenziwe ugude kwaye; ukuba oko kufunwa ligosa lezempilo, umphezulu womgangatho kufuneka uphuculwe kwayo ukhutshwe amanzi ngomjelo okhupha amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25;
 - (iii) kufuneka kukho ukukhanya kwendalo kunye nendawo yokuphuma umoya;
 - (iv) kufuneka inommandla obuncinci buyi-0.4m² kuwo wonke umvundla oza kuhlala kuloo ndlwana;
 - (v) indawo yokubaleka umvundla, ukuba ikho, kufuneka ibiyelwe ngocingo olunemingxunya okanye esinye isixhobo esomeleleyo kwaye, yenzelwe ukuba ithintelele ukuqhwelela kwemivundla;

- (b) Ukuba kusetyenziswe isinyithi, isakhiwo okanye indawo apho inkqubo ibekwe khona, yenziwa kwaye, yalungiswa ngokuhambelana nezi mfuneko zilandelayo, kufuneka ikho-
- (i) udonga ngalunye, ukuba lukhona, kufuneka ubuncinci buyi-2.4 m ukuphakama kwaye, kufuneka lenziwe ngekhonkrithi, ilitye, izitena okanye esinye isixhobo esomeleleyo kwaye, kufuneka sinomgangatho wangaphakathi ogudileyo;
 - (ii) ukuba amadonga akhona izakhiwo kufuneka zinendawo ephuma umoya neyokulayita eyenziwe ngomatshini wokukhupha umoya nokulayita okanye ngokufumana indawo enomoya oziphumelayo ongeyondalo okanye ukukhanya okuzenzekelayo okubela endalweni ngeendawo evulekileyo okanye iifestile zendawo elingana kodwa engekho ngaphantsi kweepesenti ezili-15 zommandla womgangatho wesakhiwo;
 - (iii) umgangatho kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye ngesinye isixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo, wenziwe ugude kwaye; ukuba oko kufunwa ligosa lezempilo, umphezulu womgangatho kufuneka uphuculwe kwayo ukhutshwe amanzi ngomjelo okhupha amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25;
 - (iv) ukuba akukho zindonga zikhoyo okanye azenziwanga ngesinyithi, umgangatho kufuneka ubanjwe ngetyathanga lomkhala ubuncinci obuzimilimitha ezingama-150 ukuphakama kugabadelo lwazo;
 - (v) sonke isiphambuka phakathi komgangatho neendonga kunye netyathanga lomkhala kufuneka zogqunywe;
 - (vi) iikheyiji zesinyithi kufuneka zenziwe ngesixhobo sesinyithi kufuneka zenziwe ngesixhobo esomeleleyo kwaye, ezakhelwe izithebe kwisixhobo esingenakuchunyiswa phantsi kwekheyiji nganye ilungiselelwe ukwamkela umchamo;
 - (vii) isitya sokuhlambela izandla sokuhanjiswa kwamanzi ongaguqukiyo esibekiweyo kufuneka sikho kwaye, sikhutshwe amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25;
- (c) indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoca kufuneka ifumaneka kwisinyithi, isakhiwo, indawo okanye kumdibaniso wendlu yeenkukhu.
- (d) kufuneka kubekho ubuncinci obuzimitha ezi-5 yendawo ecacileyo nengaphazanyiswanga phakathi kwayo nayiphi indlu yeenkukhu, indawo

yokubalekela iinkukhu okanye isakhiwo okanye indawo eyenziwe ngesinyithi nayo nayiphi indawo ekufutshane kuyo nayiphi indawo yokuhlala, esinye isakhiwo, okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye indawo ekugcinwa kuyo izinto ezityiwayo okanye elungiselelwa ukusetyenziswa ngabantu nakumda okufutshane wawo nawuphi umhlaba;

- (i) indlu yokugcina engangenwayo zizikrethi kufuneka inendawo yokugcina ukutya, ummandla womgangatho ekumele ukuba ungabikho ngaphantsi kwe-7m², ububanzi bungabikho ngaphantsi kweemitha eziyi-2.2, kwaye umphakamo ungabikho ngaphantsi kweemitha eziyi-2.
- (ii) ukuba igosa lezempilo lanelisekile ukuba indlu yokugcina yomlinganiselo ongaphantsi kwemilinganiselo eyimfuneko ngokwemiqathango yomhlathana (i) okanye ezinye izixhobo ezifanelekileyo. Angavumela loo ndlu incinci yokugcina ezinye izixhobo zokugcinwa, ngokubhekisele kwini lwemivundla egciniweyo.
- (iii) iqonga lokuhlambela lekhonkrithi elomeleleyo elimbobongqo elisisinqandi okanye umkhombe westili onebhodi yokukhupha amanzi nekungena kuyo amanzi ngawo onke amaxesha kufuneka ikho okanye iyamane nesakhiwo okanye naloo ndawo yokucoca nokubulala izinambuzane. Kufuneka kukhutshwe amanzi kwiqonga lokuhlambela kunye nakumkhombe ngokwemiqathango yecandelo lama-25.

IMISEBENZI YOMGCINI WEMIVUNDLA

17. Wonke umntu ogcina imivundla kufuneka-

- (a) aqinisekise ukuba yonke imivundla igcinwa kwindlwana yokugcina imivundla, indawo yokubaleka imivundla, isakhiwo okanye indawo yendlu eyenziwe ngesinyithi;
- (b) asuse wonke umgquba nokunye okuyinkunkuma ekuvela endlwini yeenkukhu nakwindawo yokubalekela iinkukhu ubuncinci, kanye kwiiyure ezingama-48 kwaye, kanye kwiintsuku ezi-4 okanye ngaphezulu nangesithuba esivunye ligosa lezempilo kwisakhiwo, okanye indawo eyenziwe ngesinyithi ; abeke umgquba nokunye okuyinkunkuma kwizitya zokugcina imigquba;
- (c) ahambelane, afunde ngotshintsho oluyimfuneko, namagatya ecandelo 6(1)(a),(b), (c) kunye no(d);
- (d) angagcini nasiphi isixhobo okanye into nakweyiphi na indlu yeenkukhu, isakhiwo okanye indawo eyenziwe ngesinyithi ngaphandle, kwesixhobo

okanye into eyimfuneko ukuba ingasetyenziswa kuloo ndlu, indawo yokubaleka iinkukhu, isakhiwo okanye indawo.

**ISAHLUKO VII
UKUGCINWA KWEENTAKA
IIMFUNEKO KWIZAKHIWO**

18. Ukugcinwa kweentaka kwindlu yokuzigcina, kufuneka kukho izakhowo ezihambelana nezi mfuneko zilandelayo-

- (a) indlu yokugcina iintaka kufuneka yakhiwe ngokufanelekileyo ngezixhobo ezingenakungenwa ngamanzi, ngophahla olusisikrekrethi kwaye inikwe ukufikelelwa ekubhekiswa kuko ngenjongo yokuyicoca;
- (b) ukuba indlu yeentaka yenziwe phezulu komhlaba, isiseko sayo kufuneka senziwe ngesixhobo esomeleleyo kunye nesingenakungenwa ngamanzi kwaye, kufuneka ingekho ngaphantsi kweemilimitha ezingama-300 phezulu komhlaba;
- (c) akukho ndlu yantaka kufuneka ibe kwiimitha ezi-3 yaso nasiphi isakhiwo okanye indawo okanye ucingo olungumda okanye udonga olungumda; kunye
- (d) indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoca.

IMISEBENZI YOKUGCINWA KWEENTAKA

19. Wonke umntu ogcina iintaka kwindlu yazo kufuneka-

- (a) aqinisekise ukuba indlu yeentaka kunye nezakhiwo zigcinwa zicocekile kwaye, zikwimeko engenazilwanyana zikhathazayo;
- (b) ahambelane, afunde ngotshintsho oluyimfuneko, namagatya ecandelo 6(1)(a),(b), (c) kunye no(d);

ISAHLUKO VIII

**UMTHENGISI WEMFUYO KUNYE NAMANYE AMASHISHINI
OKUGCINA IZILWANYANA KUNYE NEENKUKHU**

IIMFUNEKO ZOKUQHUBA ISHISHINI

20. (1) Wonke umntu oqhuba ishishini lokuthengisa okanye umathenga athengise

wemfuyo okanye elinye ishi:shini eliquka ukugcinwa izilwanyana okanye iinkukhu, ngaphandle kwevenkile yezilwanyana zasekhaya, kufuneka ahambelane neemfuneko zecandelwana (2) nele-(3).

- (2) (a) Ngokubhekisele kumagatya ecandelo lama-31, iimfuneko zecandelo lesi-2 ukuya kwele-15 ngokwahlukeneyo, kufuneka zihambelane naloo magatya asetyenziswayo kugcino lwezilwanyana kunye neenkukhu.
- (b) Kufuneka kukho indawo ebiyelweyo enendawo ubuncinci eyi- m^2 kwintloko yenkomo, ihashe imeyile okanye idonki kunye ne- $1,5m^2$ kwibhokhwe okanye igusha eza kuhlala apho nanini na kummandla oyi- $50m^2$.
- (c) (i) Igumbi lokutshintsha elilodwa, elichongwe ngokucacileyo kufuneka lilungiselelwe isini ngasinye ukuba abantu abalapho abahlala apho, baqeshelwe ukugcina izilwanyana bangaphezulu kwesithathu.
- (ii) Lonke igumbi lokutshintsha kufuneka linommandla womgangatho ubuncinci oyi- $0,5m^2$ kumsebenzi ngamnye, ngokubhekisele kummandla uwonke oyi- $6,5m^2$ kunye noboncinci bobubanzi obuzimitha eziyi-2,1m
- (iii) Lonke igumbi lokutshintsha kufuneka lixhotyiswe ngelokhari yesinyithi yokugcina iimpahla zomsebenzi ngamnye.
- (iv) umsebenzi ngamnye ekungafuneki gumbi lakutshintsha kuye ngokwemiqathango yomhlathana (i) kufuneka kubekho ilokhari yokufaka impahla.
- (d) (i) Kufuneka kukho isitya esinye sokuhlambela izandla kunye neshawari enebhafu yabantu ngabanye abali-15 okanye inxalenye yelo nani eliqeshiweyo.
- (ii) Isitya ngasinye sokuhlambela izandla kunye neshawari eyibhafu kufuneka ingaphakathi okanye ikwisiphambuka samagumbi okutshintsha, kufuneka kukho unikezelo lwamanzi ashushu olungagungqiyo kunye namanzi abalekayo abandayo alapho nakhutshwe ngokwemiqathango yecandelo lama-25.
- (e) Isitya sokuhlamba izandla kunye neshawari eyibhafu kufuneka zinesephu netawuli.
- (f) Iiovaroli okanye ezinye izogqumi mpahla kwaye, ukuba ziyafunwa ligosa lezempilo, izihlangu ezikhuselekileyo kufuneka zikhona zisetyenziswe ngabasebenzi abagcina izilwanyana okanye iinkukhu.

(3) Malunga nabasebenzi abahlala kwizakhiwo-

- (a) kufuneka kukho iindawo zokuhlala ezinebhedi kumsebenzi ngamnye;
- (b) (i) izixhobo zokuhlambela kufuneka zinendawo enye yokuhlambela izandla kunye neshawari eyibhafu okanye ibhafu, eyahlukileyo ngokwesini sabantu nechongwe ngokucacileyo, kufuneka ikhona kubantu gabanye abali-10 okanye inxalenye yeloo nani ngokwesini esithile esiqeshiweyo.

(ii) sonke isitya sokuhlambela izandla, ishawari eyibhafu okanye ibhafu kufuneka sinendawo engagungqiyo ebekiweyo yokuhambisa amanzi ashushu nabandayo kunye neyokuwakhupha ngokwemiqathango yecandelo lama-25;
- (c) (i) kufuneka kukho izixhobo zokupheka kunye negumbi lokuhlambela izitya, ukulungiselela ucoceko xa kuphekwa nakwizixhobo zokutya;

(ii) igumbi lokuhlambela izitya kufuneka linezitya ezibini zesinki ezenziwe ngentsimbi eyomeleleyo ezibekelwe ukuhamba okungagungqiyo kwamanzi abandayo natshisayo kunye neyokuwakhupha ngokwemiqathango yecandelo lama-25;

(iii) zonke izitya zesinki kufuneka zinobukhulu ubuncinci obuzilitha ezingama-55 zifakwe neemilimitha ezili-150 zomkhusane osisidyobho kwelona cala likufutshane nedonga kwaye ubekwindawo ubuncinci ezimilimitha ezili-100 kude le kulo nawuphi umphezulu wedonga;
- (d) kufuneka kukho izixhobo zendawo yokuhlambela impahla enomkhombe wokuhlambela iimpahla owenziwe ngentsimbi eyomeleleyo ubenendawo engayekiyo yokuhambisa amanzi ashushu nabandayo kwaye, kukhutshwe amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25;
- (e) kufuneka kukho isitya sokulahlala inkunkuma kwindawo yokuhlambela izitya;
- (f) kufuneka kukho ilokhari okanye ezinye izixhobo ezivunyiweyo kwigumbi apho kukho izixhobo zokupheka ezihlelele ukugcinwa kokutya okonakalayo komsebenzi ngamnye.

ISAPHLUKO IX**IZINDLU ZEZINJA NEZEEKATI****IIMFUNOKO KWIZAKHIWO**

21. (1) Akukho mntu kufuneka agcine izindlu zezinja okanye ngaphandle, kokuba uyahambelana neemfuneko ezikwicandelwana (2) ukuya ku(12).
- (2) Yonkeinja okanye ikati kufuneka igcinwe kwindawo ebiyelweyo ngokuhambelana nezi mfuneko zilandelayo:
- (a) Kufuneka yenziwe ngezixhobo ezingenakungenwa ngamanzi kwaye, kufuneka ifikeleleke ngenjongo zokuyicoca.
- (b) Umgangatho kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo okanye ngesixhobo esomeleleyo nesinesiphelo esigudileyo kwaye, wenziwe ube ngumjelo ozimilimitha ezili-100 ububanzi, ugxunyekwe kububanzi obupheleleyo bomgangatho kwaye ubekwe kwindawo ebiyelweyo apho umjelo kufuneka wenziwe kwaye, kukhutshwe amanzi ngomsele odityaniswe kumjelo kaMasipala ophantsi komhlaba ohambisa amanzi amdaka ngombhobho wezitya zodongwe ozimilimitha ezili-100 ngokwedayamitha.
- (c) Kufuneka kukho umqokumbelo omgobongqo ozimilimith ezili-150 ukuphakama kubo bonke ubude bomjelo ekubhekiswa kuwo kumhlathi (b) kwaye, emacaleni ekubhekiswa kuwo kwaye, kwicala lesiphambuka kwicala elijikeleze ummandla womphandle ukunqanda amanzi esichotho kuloo mmandla ukuba angene emjelweni.
- (3) Yonke indawo ebiyelweyo ekubhekiswa kuyo kwicandelwana (2) kufuneka inendawo ekhuselekileyo enciphahla yokuhlala injinja okanye ikati ngokuhambelana nezi mfuneko zilandelayo:
- (a) Lonke udonga kufuneka lenziwe ngekhonkrithi, izitena okanye isixhobo esomeleleyo kwaye, kufuneka sinomphandle onomphakathi ogudileyo nongenamathanda okanye imidabaniso evulekileyo.
- (b) Umgangatho kufuneka wenziwe ngekhonkrithi, izitena okanye isixhobo esomeleleyo kunye nesixhobo esomeleleyo nesinesiphelo esingenamathanda okanye imidabaniso evulekileyo kwaye sonke isiphambuka esiphakathi komgangatho nodonga olwenziwe ngesakhiwo esisigxina kufuneka sogqunywe.

- (c) Yonke indawo ekhuselekileyo kufuneka inokufikelela okufanelekileyo ekubhekiswa kuko ngenjongo yokuyicoca kunye nokususa iintsholongwane.
- (4) Kwimeko apho indlu yenja iqukunjelwe ngeasbestos okanye esinye isixhobo esiyelene kuyo esinokuphathwa sibekwe kwisiseko esenziwe ngekhonkrithi okanye ngesinye isixhobo esomeleleyo nesinesiphelo ekulula ukusicoca, esingenamathanda okanye imidibaniso evulekileyo inokubakho endaweni yendawo ekhusekileyo echazwe kwicandelwana (2) kwaye ukuba loo ndlu yenja ayenzelwanga ukhuseleko lwamanzi, ibhodi yokulala eyokuba nako ukuyigcina yomile inja kufuneka ibekho kuyo yonke indlu yenja.
- (5) Kufuneka kubekho ibala elinomphezulu oqinileyo eligxunyekwe ubuncinci ububanzi obuyimitha e-1 ngokujikeleze umphetho wendawo ebiyelweyo apho ibala elinomphezulu oqinileyo kufuneka uphuculwe kwaye, ukhutshwe amanzi ngenjongo zokukhupha zilahle kude amanzi esichotho ebekwindawo ebiyelweyo.
- (6) kufuneka kukho indawo enokuphathwa ehambisa amanzi afanele ukuselwa kunye nokucoca kwindawo ebiyelweyo okanye kwisiphambuka sendawo ebiyelweyo.
- (7) (a) Ukuba igosa lezempilo lifuna njalo, indlu eyahlukileyo okanye ummandla onophahla kunye nomgangatho ongekho ngaphantsi kwe-6,5m², ububanzi obungekho ngaphantsi kwe-2.1 yeemitha kunye nokuphakama okungekho ngaphantsi kwe-2.1 yeemitha kunye nokuphakama okungekho ngaphantsi kweemitha engu-2.4 kufuneka zibekho ngenjongo yokulungisa ukutya.
- (b) Umgangatho wegumbi okanye onophahla kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo nesomeleleyo nesenza isiphetho esigudileyo.
- (c) Imiphezulu yodonga lwangaphakathi yegumbi okanye ummandla onophahla kufuneka ityatyekwe kwaye ipeyintwe ngepeyinti ekhanyayo enamabala nehlabekayo.
- (d) Igumbi okanye ummandla onophahla kufuneka uxhotyiswe ngokulungiselelwa ukwenziwa kwetafile zesinyithi kunye nezitya zesinki ezenziwe ngentsimbi eqinileyo ephindiweyo nehambisa ngokungagungqiyo amanzi ashushu nabandayo kunye nokukhutshwa kwamanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25.
- (e) Isintya sesinki ngasinye kufuneka ubuncinci sinobunzulu obuzimilimitha ezingama-225 kunye nobuncinci nobukhulu obungama-551.
- (8) isikhuseli sesikrekelethi segumbi lokugcina kufuneka sikho sizokugcina ukutya,

ummandla womgangatho ekufuneka ingekho ngaphantsi kwe-6,5m² kunye nobubanzi obungekho ngaphantsi kwe-2.1 yeemitha: ukuba igosa lezempilo lanelisekile kukuba ngokubhekisele kwinani lezinja okanye iikati ezigcinwe kwisakhiwo, igumbi lokugcina imilinganiselo emincinci kunobuncinci bemilinganiselo eyimfuneko okanye ezinye izixhobo zokugcina ziya kuba zezifanelekileyo, angavumela indlu encinci yokugcina okanye ezinye izixhobo zokugcina njengoko kunokubonakala kufanelekile.

- (9) Kufuneka kukho ubuncinci obuyi-5 yeemitha zendawo ecacileyo engaphazanyiswanga phakathi kwayo nayiphi indawo ekhuselekileyo okanye ebiyelweyo nekufutshane kuye nayiphi indawo yokuhlala, esinye isakhiwo, indawo esetyenziselwa ukuhlala abantu okanye apho kugcinwa khona ukutya okanye elungiselelwa ukusetyenziswa ngabantu okanye umda wawo nawuphi umhlaba.
- (10). Kufuneka kubekho izixhobo ezibekwe zodwa ezilungiselelwe ukugula kwekati okanyeinja.
- (11) Ukuba ukuhlanjwa, ukuchetywa okanye ukucocwa, kufuneka kukho ezi zixhobo zilandelayo:
- (a) Igumbi lokuhlambela elinommandla womgangatho oyi -9m² ububanzi obungekho ngaphantsi kwe-2.1 yeemitha efakwe ibhafu okanye umlinganiso oyeleleneyo apho novunyiweyo kunye nesitya sokuhlambela esina
- (b) Igumbi lokuchebea nokucoca elinommandla womgangatho ubuncinci oyi-10m², ububanzi obungekho ngaphantsi kwe-2.1 yeemitha nefakwe iitafle ezinomphezulu ovunyiweyo nowesixhobo esomeleleyo kunye nezitya ezininzi ezifanelekileyo neziphathwayo zokugcina ezenziwe ngesixhobo esomeleleyo nesomeleleyo nesifakelwe isivalo ukuze sigcine iinwele ezichetyiweyi zube zilindelwe ukususwa.
- (c) Amagumbi ekubhekiswa kuwo kwimihlathi (a) kunye no(b) kufuneka ebekwe ngendlela yokuba kwenziwe umgangatho ongazukuphazamiseka kangangommandla obuncinci buziipesenti ezingama-30.
- (d) Imigangatho yamagumbi ekubhekiswa kuyo kwimihlathi (a) no(b) kufuneka yenziwe ngekhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo, igudiswe ibe kwinqanaba lomjelo wokukhupha amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25.

- (e) Sonke isiphambuka phakathi komgangatho kunye neendonga kufuneka
- (f) Wonke umphezulu wodonga ongaphakathi kufuneka utyatyekwe ngokugudileyo kwaye upeyintwe ngepeyinti ekhanyayo nehambekayo.
- (12) Ukuba ikukho ikheyiji zokugcina iikati, ezo kheyiji kufuneka zenziwe ngesixhobo esomeleleyo esomeleleyo kwaye, zenzelwe ukucoceka ngokulula.

IMISEBENZI YOMNTU OLAWULA IZINDLU ZEZINJA KUNYE NEZEKATI

22. Nabani na umntu olawula izindlu zezinja nezekati kufuneka-

- (a) agcine isakhiwo, isixhobo nasiphi isitya okanye isikhongozeli kunye nebhodi yokulala esetyenziswa ngokudibene nezindlu zezinja kunye nezekati, imeko yococeko nokulungiswa okukuko;
- (b) (i) abonelele izitya zokugcina eziphathwayo ezenziwe ngesixhobo esomeleleyo nesifakelwe isiciko ukuze sigcine ilindle lezinja nezekati;
- (ii) sonke isitya kufuneka sigcinwe kwiqonga elenziwe ngekhonkrithi okanye isixhobo esomeleleyo nesomeleleyo esayamene neendawo ezibiyelweyo;
- (c) asuse lonke ilindle kunye nenye into emdaka kwindawo ebiyelweyo kunye nakwindawo ekhuselekileyo ubuncinci kanye ngeeyure eziyi-24 kwaye, ayibeke kwizitya ekubhekiswa kuzo kumhlathi (b);
- (d) asuse izinto eziqulethwe kwizitya zokugcina kwisakhiwo ubuncinci kabini kwiintsuku ezisi-7 kwaye akulahle oko ngendlela engazukubangela uphazamiseko;
- (e) agcine konke ukutya okuhamba nganye nganye kwizitya ezineziciko kwindawo yokugcina;
- (f) abonelele ngezixhobo zokukhenkceza apho konke ukutya okonakalayo kufuneka kugcinwe khona kubushushu obungekho ngaphezulu kwezili-10
- (g) athathe amanyathelo afanelekileyo ukunqanda izindlu okanye ukuzalela kunye nokuphazamisa iimpukane, amaphela, izikrekrethi kunye nezinye izilwanyana ezikhathazayo ukunqanda ukuphuma kwamavumba acaphukisayo avela ekugcinweni kwkwezinja nezekati;

- (h) azise izitya zenkunkuma ezineziciko kwigumbi lokulungisa ukutya okanye ummandla onophahla oyimfuneko ngokwemiqathango yecandelo 19(7);
- (i) agcine nayiphiinja okanye ikati egulayo kwizixhobo eziyimfuneko ezahlukeneyo ngokwemiqathango yecandelo 19(10) ngexesha ikwisakhiwo;
- (j) aqinisekise ukuba izinjaneeekati ezigcinwe kwisakhiwo aziphazamisi, zithintele ulonwabo, uncedo, uxolo okanye ukuthula koluntu.

ISAPHLUKO X

IIVENKILE ZEZILWANYANA ZASEKHAYA KUNYE NEEVENKILE ZAZO ZOKWENZA IINWELE

IIMFUNeko KWIZAKHIWO

23. Akukho mntu uya kuqhuba ishishini levenkile yezilwanyana zasekhaya kuso nasiphi isakhiwo-
- (a) apho kukho ukungena okuthe ngqo ngaphakathi kulo naliphi igumbi okanye indawo esetyenziselwa ukuhlala okanye ekugcinwa kuyo impahla, ekuthengiselwa kuyo okanye apho kulungiselelwa khona abantu ukutya, kugcinwa, kuthengiswa okanye kwenziwa khona;
 - (b) ngaphandle kokuba isakhiwo senziwe kwaye saxhotyiswa ngokuhambelana nezi mfuneko zilandelayo:
 - (i) Lonke udonga kuquka nakuphi ukwahlulwa kwaso nasiphi isakhiwo kufuneka lakhiwe ngesitena, ikhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo kufuneka sinomgangatho wangaphakathi ogudileyo kwaye opeyintwe ngepeyinti enombala okhanyayo ehlambekayo okanye enesiphelo esamkelekileyo .
 - (ii) Umgangatho waso nasiphi isakhiwo kufuneka wenziwe ngekhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo esenziwe sanesiphelo esigudileyo.
 - (iii) Isilingi yaso nasiphi isakhiwo kufuneka yenziwe ngesixhobo esomeleleyo, ibe nesiphelo esigudileyo, ikhuseleke eluthulini kwaye, ipeyintwe ngepeyinti ekhanyayo nehlambekayo.
 - (iv) kufuneka kukho isitya sibe sinye sokuhlamba izandla esinamanzi angapheliyo abandayo nashushu kulo lonke i-15 okanye

kwinxalenye yelo nani labantu abaqeshwe kweso sakhiwo ekufuneka ekhutshiwe ngokwemiqathango yecandelo lama-25;

- (v) (aa) kufuneka kukho igumbi lokugcina elikhuselwe kwizikrekrethi nelinommandla womgangatho ongekho ngaphantsi kwe-16m².
- (bb) Ukuba igosa lezempilo lanelisekile kukuba ngokubhekisele kubunjani beshishini kunye nobungakanani bempahla kunye nezixhobo kunye nokutya kwezilwanyana zasekhaya okugcinwe kwisakhiwo, igumbi lokugcina lomlinganiselo omncinci kunobuncinci bomlinganiselo ngokwemiqathango yomhlathana (aa) ulungile, linokuvumela igumbi logcino elincinci.
- (vi) Izixhobo zokuhlajwa kweekheyiji, izithebe kunye nezinye izixhobo kufuneka zikho ngenye yezi ndlela zilandelayo-
- (aa) iqonga elimgobongqo nelinophahla elinomgangatho ubuncinci kangange-1,5 m² ngaphezulu waphakanyiswa ubuncinci kangangemilimitha ezili-100 kwaye, wenziwe ngekhonkrithi okanye esinye isixhobo esomeleleyo kunye nangesixhobo esomeleleyo esinesiphelo esigudileyo, qonga elo kufuneka lihambise amanzi lingayeki; okanye
- (bb) isinki eyenziwe ngentsimbi eyomeleleyo okanye umkhombe ongekho ngaphantsi kwemilimitha ezingama-304 ubunzulu inebhodi ebekiweyo yokukhupha amanzi kunye nokuhambisa amanzi okungayekiyo;
- (vii) Iqonga, isinki okanye umkhombe ekubhekiswa kuwo kumhlathana (iv) kufuneka ukhutshwe amanzi ngokwemiqathango yecandelo lama-25 kwaye, nawuphi mphezulu wedonga phakathi kwi-0,5 mitha yelo qonga, isinki okanye umkhombe kufuneka wogqunywe ngesixhobo esomeleleyo ukuya kutsho kumphakamo ubuncinci oyi-1,4 mitha ngaphezulu komgangatho.
- (viii) (aa) Indlu yokutshintsha eyahlukeneyo nechongwe ngokucacileyo kufuneka ikho kulungiselelwe nasiphi isini ukuba bangaphezulu kwesibini abantu abaqeshwe kweso sakhiwo.
- (bb) Yonke indlu yokutshintsha kufuneka inomgangatho onommandla obuncinci buyi-0,5 m² kumsebenzi ngamnye nobuncinci bomgangatho obungummandla oyi-6,52 xa uwonke kunye nobubanzi obuyi-2,1 mitha kwaye, kufuneka

ulungiselelwe ilokhari eyahlukeneyo yesinyithi yempahla yokugcina impahla zomsebenzi ngamnye.

- (cc) Kufuneka kubekho ilokhari yesinyithi yokugcina impahla kumsebenzi ngamnye elingafunekiyo kuye igumbi lokutshintsha ngokwemiqathango yomhlathana (aa).
- (ix) Akukho cango, festile, okanye enye indawo evuliweyo kulo naluphi udonga okanye isakhiwo esikweso sakhiwo kufuneka singaphakathi kwi-2 mitha yalo naluphi ucango, ifestile okanye indawo evuliweyo kuso nasiphi isakhiwo apho kulungiswa khona ukutya, kugcinwa okanye kuthengiswa kwindawo esetyenziswa ngabantu okanye elawulwa ngabantu.
- (x) Ukuba ukuhlanjwa, ukuchetywa ngesikere okanye ukucocwa kwezilwanyana zasekhaya kwenziwe kwisakhiwo iimfuneko zecandelo 19(11) kufuneka kuhanjelwane nalo.

IMIZEBENZI YOMTHENGISI

24. Wonke umntu oqhuba ishishini levenkile yezilwanyana zasekhaya kufuneka-

- (a) aze neekheyiji zokugcina izilwanyana, iinkukhu okanye iintaka kwaye, ezi mfuneko zilandelayo kufuneka zilandelwe:
 - (i) yonke ikheyiji kufuneka yenziwe ngesinyithi okanye ngesinye isixhobo esomeleleyo nesingenakuchukumiseka kwaye, kufuneka ifakwe isithebe sesinyithi esingenokuphakanyiswa ngaphantsi komgangatho ekubhekiswa kuwo esenza kube lula ukucocwa.
 - (ii) yonke ikheyiji kufuneka ingabi nagolonxa okanye umngxunya ophakathi kwento ongekakulungeli ungacocwa kwaye, wonke umbhobho okanye ukulinganiselwa komngxunya ophakathi esetyenziswa nayo kufuneka inomphakathi odityaniselwe umngxunya ophakathi kwento.
 - (iii) yonke ikheyiji kufuneka inobungakanani kunye nobunzima kwaye, zibekwe ngendlela enokwenza kubelula ukuzisusa.
 - (iv) ukuba umvundla ugcinwe kwikheyiji isithebe sesinyithi ekubhekiswa kuso kumhlathana (1) kufuneka kukhutshwe amanzi asiwe kwisitya esisukayo.

- (v) yonke ikheyiji kufuneka ifakelwe isitya sokusela esigwaliswe ngamanzi nafikelelekayo kwizilwanyana zasekhaya ezisekheyijini.
 - (vi) Umgama osuka kuyo nayiphi ikheyiji usiya kwelona donga likufutshane kufuneka ngawo onke amaxesha ungabikho ngaphantsi kweemilimitha ezili-150.
 - (vii) Ikheyiji kufuneka zigcinwe zingekho ngaphantsi kweemilimitha ezili-450 ngaphezulu komgangatho kunye nendawo engenanto ngaphantsi kwekheyiji kufuneka ingaphazanyiswa.
- (b) abonelele ngezitya ezikhuselweyo kwizikrekelethi ezenziwe ngesixhobo esomeleleyo nesivalwe ngesiciko esilinganayo kwigumbi lokugcina apho kugcinwa khona konke ukutya okuhamba nganye nganye;
- (c) Abonelele ngesikhenkcezisi apho kugcinwa khona konke ukutya okonakalayo kwezilwanyana zasekhaya kwisakhiwo kufuneka kugcinwe kwiqondo lobushushu elingadlulanga ku-10 Celsius;
- (d) agcine onke amagumbi agcina izilwanyana zasekhaya engaphazanyiswa kumgangatho ongenanto kungabikho ngaphantsi kweepesenti ezingama-30 zommandla welo gumbi kwaye, umgama ungabikho ngaphantsi kweemilimitha ezingama-800 phakathi kweerowu zekheyiji;
- (e) agcine izakhiwo kunye nazo zonke iikheyiji, izithebe, izitya, iibhasikithi kunye nazo zonke izixhobo kunye nezixhobo ezisetyenziswa ngokidibeneyo nevenkile yezilwanyana zasekhaya kwimeko ecocekileyo nenempilo, engenazilwanyana zikhathazayo kunye nelungiseka ngokufanelekileyo;
- (f) athathe amanyathelo angawo okukhusela ukuzifihla nokuzala ngokuphazamisa iimpukane, amaphela, izikrekelethi kunye nezinye izilwanyana ezikhathazayo nangokunqanda amavumba amabi avela koko kugcinwa kwezilwanyana zasekhaya kwizakhiwo;
- (g) abonelele ngeovaroli kunye nezinye iimpahla ezizizikhuseli ezisetyenziswa ngabantu abangabasebenzi ngokudibene nevenkile yezilwanyana zasekhaya kwaye, aqinisekise ukuba ezo mpahla ziyaxhutywa ngabasebenzi abasemsebenzini;

- (h) angacini nasiphi isilwanyana sasekhaya eyadini okanye kwindawo evulekileyo kwizakhiwo ngaphandle, kokuba ngolunye uhlobo kuvunye ligosa lezempilo;
- (i) abonelele ngezixhobo ezahlukeneyo apho isilwanyana sasekhaya sibonakala sigula okanye zigula kufuneka zigcinwe ngelixa sikweso sakhiwo;
- (j) aqinisekise ukuba kukho ukungagungqi kunye nokuhanjiswa kwamanzi okunokuphathwa alungiselelwe ukusela nokucoca;
- (k) aqinisekise ukuba izakhiwo ngawo onke amaxesha zifakwe indawo yokukhupha umoya ukuqinisekisa ukuhamba komoya okufanelekileyo ngelokuhlalisa ngokonwaba kunye nokusindisa izilwanyana zasekhaya;
- (l) aqinisekise ukuba inani lezilwanyana zasekhaya kwikheyiji nganye ukuhamba kwezilwanyana zasekhaya akusondelelananga nezinye.

ISAHLUKO XI

UKUTHENGISA IINKUKHU NEMIVUNDLA ESITALATWENI

IIMFUNeko ZOKUTHENGISA ESITALATWENI

25. Akukho mntu kufuneka athengise iinkukhu nemivundla esitalatweni ngaphandle, kokuba uhambelana nezi mfuneko zilandelayo-

- (a) ishishini lokuthengisa esitalatweni kufuneka liqhutywe kwizakhiwo apho iinkukhu okanye imivundla igcinwe ngokuhambelana negatya leSahluko V kunye no-VI kwaye, kufuneka kukho izixhobo zokupakisha isithuthi esisetyenziswa kuthengiso wasesitalatweni emva kweeyure ziqhelekileyo zokusebenza;
- (b) kufuneka kukho isithuthi esenziwe sanengxolo, esiqatywe ioyile, kunye nesinegama lomthengisi wasesitalatweni kunye nedilesi yakhe kunye neyesakhiwo seshishini ngonobumba abacacileyo abangekho ngaphantsi kwemilimitha ezingama-50 ukuphakama omabini amacala esithuthi.
- (c) Kufuneka kukho loo nxalenye yesithuthi ekuhanjiswa ngayo iinkukhu okanye imivundla, inomphezulu okanye yogqunywe ngesixhobo sokukhusela ubushushu, sixhobo eso singesiso isinyithi kwaye, kufuneka kukho nendawo yokukhupha umoya;
- (d) (i) Kufuneka kukho iikheyiji okanye amakhreyithi esixhobo esomeleleyo okanye esomeleleyo xa zihambisa iinkukhu okanye imivundla kwisithuthi;
- (e) (ii) Ezo kheyiji okanye loo makhreyithi okanye olo lwahlulo kuthethwa ngalo kufuneka zifakwe izithebe zezixhobo ezingenakuchukunyiswa ukuze zamkele ilindle leenkukhu nemivundla;

- (f) kuyo yonke ikheyiji, ikhreyithi okanye ulwahlulo ekuthethwa ngalo kufuneka kukho indawo yokusela engekho ngaphantsi kwimilimitha ezili-100 ubude egwaliswe ngamanzi nekufuneka esekoneni engaphakathi yekheyiji, ikhreyithi okanye ulwahlulo.

IMISEBENZI YOMTHENGISI WASESITALATWENI

26. Wonke umntu othengisa iinkukhu nemivundla esitalatweni kufuneka-

- (a) ahlambe kwaye opule ngokugqibeleleyo inxalenye yesithuthi esihambisa iinkukhu okanye imivundla kunye nazo zonke iikheyiji, amakhreyithi kunye nezithebe ezisetyenziswa kwisithuthi emva kokugqitywa komsebenzi wosuku;
- (b) asuse naziphi iinkukhu okanye imivundla ebonakala igula kuzo zonke iikheyiji okanye amakhreyithi kwisithuthi kwaye, ezo nkukhu okanye imivundla azibeke kwiikheyiji ezahlukeneyo;
- (c) agcine izakhiwo, isithuthi zonke ikheyiji, amakhreyithi, izithebe, izitya, kunye nezikhongozelo ezisetyenziswa ngokudibene noko kuthengisa kukwimo ecocekileyo kunye nesempilweni, zingenazilwanyana zikhathazayo kwaye zilungiswa ngokusemangathweni;
- (d) agcine konke ukutya kwisitya okanye igumbi lokugcina elikhuselweyo kwizikrekelethi.

ISAPHLUKO XII

IINTLOBO NGEENTLOBO

UKUKHUTSHWA KWAMANZI

27. Zonke iisinki, izitya zokuhambela izandla, iibhafu, iishawari ezizibhafu, imikhombe, imiphezulu yemigangatho kuquka nemijelo kunye namaqonga okuhlambela efuna ukukhutshwa amanzi ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala, kufuneka ikhutshiwe amanzi de ayokufikelela kumjelo ongaphandle odibene nomjelo ophantsi komhlaba ohambisa amanzi amdaka okanye apho kungekho mjelo uphantsi komhlaba uhambisa amanzi amdaka okanye ongekafikeleleki kwezinye iindlela zokukhutshwa kwamanzi ngokuvunywe nguMasipala.

UPHAZAMISEKO

28. Akukho mntu kufuneka-

- (a) agcine nasiphi isilwanyana okanye isilwanyana sasekhaya ngendlela eza kubangela uphazamiseko;
- (b) asilele ukususa lonke ilindle lenja kwindawo kawonke-wonke ngexesha iphantsi kolawulo lwakhe kwaye, kufuneka alilahle kwisitya sokulahla inkunkuma;
- (c) asilele ngokufanelekileyo ukulahla izilwanyana ezifileyo ngendlela efanelekileyo njengoko kumiselwe ligosa lezempilo.

UKUGULA OKUBALELWA KWEZILWANYANA

29. Ukugulwa kwakhe nabani na, sisigulo esibalelwa kwizilwanyana ngokugcina naso nasiphi isilwanyana, intaka okanye isilwanyana sasekhaya njengoko kuchaziwe kwiZahluko VII ukuya ku-X ngokwahlukeneyo kufuneka kuxeliwe kwigosa lezempilo kwiiyure ezingama-24 zokubonwa kwaso ngumntu owenza oko.

UHLOLO

30. Igosa lezempilo kunye naliphi na igosa eligunyaziselwe ukwenza oko nguMasipala ukuze lizanelise lona ngokuba liyahambelana namagatya ale Mithetho kaMasipala linoku-
- (a) ngena kuzo naziphi izakhiwo apho izilwanyana, iinkukhu, iintaka okanye izilwanyana zasekhaya zigcinwa khona okanye kwizindlu zezinja okanye zekati apho kuqhutywa khona ukuthengiswa okanye ishishini lomthengisi okanye lomathenga athengise wemfuyo okanye apho kuqhutywa khona ivenkile yezilwanyana zasekhaya, umthengisi weenkukhu okanye irivundla iyaqhutywa okanye ngokufanelekileyo apho kurhanelekayo ukuba apho kugcinwa khona izilwanyana, iinkukhu, iintaka okanye elo shishini liyaqhutywa ngawo onke amaxesha afanelekileyo;
 - (b) hlola ezo zakhiwo okanye nasiphi isithuthi esisetyenziselwa okanye ngokufanelekileyo ekukrokrelwa ngumhloli ukuba sisetyenziselwa elo shishini okanye nayiphi into ekuso; kwaye

- (c) buza nabani na okwezo zakhiwo okanye kweso sithuthi okanye obesandula ukufika kwezo zakhiwo okanye kweso sithuthi.

31 UKUBONELELWA NGEENKAMPU/AMADLELO

UMasipala unokubeka bucala kwaye aliqhaqhe ucingo okanye akuvume okwethutyana ukubiywa kweso siqwenga somhlaba sikwingingqi yolawulo lwakhe, njengoko kunokuthathwa njengokunqwenelwa nguye kwaye, enze inkampu ekhethekileyo okanye iinkampu njengoko kunokubonakala kufanelekile ukuze kuqinisekise ngolawulo olululo kunye nokunqanda ukhukuliseko lomhlaba.

32 IIMALI ZOKUTYISA IMFUYO ENKAMPINI/EDLELWENI

Nayiphi intlawulo yokutyisa imfuyo enkampini/edlelweni emiselwe nguMasipala kufuneka ihlawulwe nguwo wonke umntu ezibhalisiweyo ngaye inkomo zakhe okanye kumele ukuba zibhaliswe ngokwemiqathango yale Mithetho kaMasipala.

33 UKUBHALISWA KWEZILWANYANA

UMasipala kufuneka enze ukuba lonke ulwazi alunikiweyo ngenkxaso yesicelo semvume ngokwemiqathango yecandelo lesi-3 lingeniswe kwirejista yezilwanyana ngendlela efanelekileyo, ukuba eso sicelo sivunyiwe. Naziphi izilwanyana ezibonakaliswe kwirejista yezilwanyana kufuneka zithathwe njengezibhalisiweyo.

34 IMISEBENZI YOMGCINI WEZILWANYANA

Wonke umntu ogcina izilwanyana kwindawo yolawulo lukaMasipala kufuneka:

- (a) agcine izilwanyana ezohlulwe ngophawu ngokwemiqathango yoMthetho weZolimo;
- (b) agcine irejista yazo zonke izilwanyana;
- (c) anike ikopi yerejista yazo zonke izilwanyana kuMasipala;
- (d) agcine iintlanti kwimo ecocekileyo nesempilweni ngawo onke amaxesha;
- (e) enze zonke izilwanyana ukuba zihlolwe isifo sephepha kunye **nebrusolisis** ngokuhambelana noMthetho ka-2002 weMpilo yeZilwanyana okanye qho njengoko kufuneka njengoko lifuna igosa eligunyazisiweyo;
- (f) lenze ukuba isilwanyana sigonye njengoko kufuneka ngokwemiqathango yoMthetho ka-2002 weMpilo yeZilwanyana (uMthetho nomb.7 ka-2002);
- (g) enze ukuba wonke umgquba wezilwanyana ugcinwe kwaye, ulahlwe ngendlela evunyiweyo ngokufanelekileyo;
- (h) enze ukuba konke ukutya kugcinwe kwindawo ekhuselweyo kwizikrekrethi;

- (i) enze ukuba izakhiwo zigcinwe zikwimeko engazukutsala okanye ibe yindawo yokuhlala izikrekeathi.

35 IZILWANYANA EZIGCINWE NGENDLELA ENGAFANELEKANGA

Nanini ngokokubona kwegosa eligunyazisiweyo, naziphi izilwanyana ezigcinwe kuzo naziphi izakhiwo zisenza uphazamiseko okanye ingozi kuluntu, igosa eligunyazisiweyo ngembalelwano linokubhala isaziso lifuna umnini/umnikazi okanye umntu ohleli kweso sakhiwo kwixesha elikhankanywe kweso saziso kodwa, kungabi ngaphantsi kweeyure ezingama-24 emva komhla weso saziso asuse unobangela wolo phazamiseko kwaye, aphelise olo phazamiseko okanye ubungozi bezempilo kwaye athathe amanyathelo njengoko igosa eligunyazisiweyo linokubona kufanelekile ngezizathu esele zichaziwe.

36 AMATYALA NEZOHLWAYO

(1) Nabani-

- (a) okhabana okanye osilela ukuhambelana namagatya ale Mithetho kaMasipala;
- (b) ogcina izilwanyana, iintaka okanye iinkukhu ongumlawuli weshishini lokuthengisa okanye oqhuba ishishini lokuthengisa okanye okanye umathenga athengise wenifuyo, ivenkile yezilwanyana zasekhaya, izindlu zezinja okanye ezekati okanye umthengisi weenkukhu okanye imivundla kuso nasiphi isakhiwo uyasilela ukuhambelana nawo onke amagatya ale Mithetho kaMasipala asetyenziswa kwezo zakhiwo okanye ishishini;
- (c) osilela okanye owala ukunika ukufikelela kwisakhiwo segosa lezempilo okanye kulo naliphi igosa elikhankanywe kwicandelo lama-29 xa enikwe ukuba anikezele oko kufikelela;
- (e) othintela okanye ophazamisa igosa lezempilo okanye elinye igosa ekwenzeni umsebenzi walo phantsi kwale Mithetho kaMasipala;
- (f) osilela okanye owala ukunika ulwazi olufuneka ngokusemthethweni kwigosa lezempilo okanye kwelinye igosa okanye onika ngolwazi olungeyonyani esazi okanye olukhohlisayo; okanye
- (g) osilela okanye owala ukuhambelana nesaziso ngokwemiqathango yecandelo 2,

ngokwamagatya ecandelwana (2) ufunyanwa enetyala kwaye kufanelekile ukuba agwetywe isohlwayo okanye ukuba uyohluleka ukuhlawula intlawulo uya kuya entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga kwiinyanga ezintandathu okanye kwimeko yesigwebo esiqhubekayo uya kuhlawula isohlwayo esimiselweyo okanye

ukuba uyohluleka ukhulwula intlawulo uyakuya entolongweni isithuba sexesha elingadlulanga kwiintsuku ezilishumi kwisithuba sexesha ngalinye eliziiyure ezingama-24 ngexesha lokuqhubeka kweso sigwebo.

- (2) Iya kuba lukhuselo olululo ukuba umntu ekubhekiswa kuye kwicandelwana (1)(b) ukungqina ukuba akanalwazi, akakhange abone ngenx'engaphambili kwaye, akakhange athintele ikhomishini yamatyala ekhankanywe kwicandelwana (1).

Ukubhangiswa kweMithetho kaMasipala

32. Amagatya ayo nayiphi iMithetho kaMasipala abhekisele kugcino lwezilwanyana aphunyezwe yile Mithetho kaMasipala ayabhangiswa njengoko ezalana nemicimbi ebekwe kule Mithetho kaMasipala

Isihloko esifutshane

Le Mithetho kaMasipala ibizwa ngokuba yiMithetho kaMasipala yokuGcinwa kweZilwanyana.

ISHEDYULI 1

Ugunyaziwe wokuhlala..... Inombolo yeMvume:.....
 Umhla:.....

**IMVUME: IMITHETHO KAMASIPALA YOKUGCINWA
 KWEZILWANYANA, IINTAKA KUNYE NEENKUKHU KUNYE
 NAMASHISHINI AQUKA UKUGCINWA KWEZILWANYANA, IINTAKA,
 IINKUKHU OKANYE IZILWANYANA ZASEKHAYA**

Ngesingqinisiso kwisicelo sakho somhla.....imvume yokugcina izilwanyana-iinkukhu njengoko kuchaziwe apha ngezantsi uyayinikwa.

*Izilwanyana/Iinkukhu:.....
 Idilesi:

Ukunikezelwa kwale mvume kuhambelana nokuhambelana kwakho namagatya ale Mithetho kaMasipala sele echaziwe.

Ingqalelo yakho iyacelwa kumagatya ecandelo 5(4) lwale Mithetho kaMasipala sele ikhankanyiwe ifuna umnini/umnikazi mvume ukuba azise i/gosa lezeMpilo likaMasipala ngako nakuphi ukonyuka kwamanani ezilwanyana okanye iinkukhu kugqithiso kwinani eligunyaziswe yimvume kunye necandelo 5(5) ngokubhekisele ekurhoxisweni kwemvume.

Ozithobileyo

Egameni leGosa lezeMpilo

*Chaza inani nohlobo lwezilwanyana okanye iinkuku

ISHEDYULI 2

Ugunyaziwe wokuHlala

Ilungiselelwe ukusetyenziswa yiofisi

Inombolo yesicelo:

Umhla wokufunyanwa:

Isicelo sinikezelwe/saliwe:

Inombolo yemvume:

Umhla:.....

**IMVUME: IMITHETHO KAMASIPALA YOKUGCINWA
KWEZILWANYANA, IINTAKA KUNYE NEENKUKHU KUNYE
NAMASHISHINI AQUKA UKUGCINWA KWEZILWANYANA, IINTAKA,
IINKUKHU OKANYE IZILWANYANA ZASEKHAYA**

Mna/thina.....

(igama eliphceleleyo lomfaki/abafaki-sicelo)

Ndicela imvume yokugcina* izilwanyana/iinkukhu/imivundla kwisakhiwo

Esime.....

Isitalato.....

Idolophu, ngokwemiqathango yeMithetho kaMasipala esele ikhankanyiwe yo.....

(igama loGunyaziwe wokuHlala). Iinkcukacha ze* zilwanyana/iinkukhu-imivundl eza kugcinwa ngolu hlobo lulandelayo:

UHLOBO

INANI

.....

Mna/Thina ndiyalwamkela uxanduva okanye ukugcina* izilwanyana. Iinkukhu, imivundla ngokuhambelana namagatya eMithetho kaMasipala asele ekhankanyiwe kunye nolwazi lokuba kwimeko apho mna iye yandim okanye yasithi abasilela ukuhambelana nale mvume inokurhoxiswa ngokwemiqathango yecandelo 5 lale Mithetho kaMasipala sele ikhankanyiwe.

Utyikityo loMfaki/abafaki-sicelo.....
 Isikhundla.....

No. 33

UMASIPALA WASEMBIZANA

**IMITHETHO KAMASIPALA YEESHEDI
ZOKUSENGELA KUNYE NOKUHANJISWA KOBISI**

UMTHETHO OYILWAYO

IMITHETHO KAMASIPALA YOBISI

UMphathi kaMasipala woMasipala waseMbizana, ngokwecandelo le-13 loMthetho weeNdelela zokwenza zooMasipala: uRhulumente waseKhaya, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000) ufundwa necandelo le-162 loMgaqo-siseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), upapasha imiThetho kaMasipala yoBisi: uMasipala waseMbizana, nevunywe liBhunga likaMasipala.

I-INDEKSI

ISAPHLUKO I

1. Iingcaciso
2. Ukwalelwa kokuveliswa kobisi ngaphandle kwakwiishedi zobisi ezivunyiweyo.

ISAPHLUKO II

3. Ukufaka isicelo sesatifiketi sokuvumeleka
4. Ukunikwa kwesatifiketi sokuvumeleka
5. Imiqathango esikhutshwa phantsi kwayo isatifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana.
6. Ukudluliselwa kwesatifiketi sokuvumeleka,
7. Ukubanjwa okanye ukurhoxiswa kwesatifiketi sokwamkeleka okanye isatifiketi sokwamkeleka sethutyana.

ISAPHLUKO III

IIMFUNO KUNYE NEMITYALELO

10. Ubisi
11. Imfuyo evelisa ubisi
12. Abasengi nabantu abaphatha ubisi
13. Imisebenzi yomqhubi wesithuthi
14. Ukubekelwa bucala
15. Isibheni
16. Izohlwayo
17. Isihloko esifutshane nokuqala kwayo

ISAPHLUKO 1

Ingcaciso

1. Kule miThetho kaMasipala, ngaphandle kokuba umxholo uthetha enye into, naliphi na igama okanye ithetho enikwe intsingiselo kulo Mthetho kufuneka ibe naloo ntsingiselo yaye,

“engena umoya nekhanyiswe ngokwaneleyo” ithetha engenisa umoya nokukhanya ngeefestile kukho indawo engaphazamisekiyo ekhanyayo elingana nobuncinane bomyinge weshumi ekhulwini (10%) bendawo yaphantsi kwakunye nendawo enokuvulwa elingana nobuncinane bomyinge wesihlanu ekhulwini (5 %) nekwabekwe ngendlela yokuba ukungena komoya kuncediseka;

“ishedi yokusengela evunyiweyo” ithetha ishedu yokusengela ekhutshelwe isatifiketi sokuvumeleka yaye ibe isebenza, kananjalo, xa kusetyenziswa amacandelo 2(1) no-7(1), iquka ishedu yokusengela ekhutshelwe isatifiketi sokuvumeleka nesebenzayo;

“isatifiketi sokuvumeleka” sithetha isatifiketi sokuvumeleka njengoko kuthethwe ngaso kwicandelo lesi-3;

“imfuyo evelisa ubisi” ithetha iimazi zeenkomo, zeebhokhwe, zeegusha, zamahashe okanye ezeedonki ezisetyenziselwa ukuvelisa ubisi oluza kusetyenziswa ngabantu yaye: “isilwanyana sobisi” sinentsingiselo efanayo nale;

“indlela yokulahla” ithetha itanki elingenzulu kuyaphi okanye eliphela kumgangatho waphantsi kowokuqala wesakhiwo okanye enye iveseli, indlela ehamba amanzi amdaka, idami okanye umhlaba wasefama ekunokulahlwa kuwo ukungcola okungamanzi;

“ukungcola okungamanzi” kuthetha nayiphi na into engamanzi, inkukuma engamanzi okanye eqinileyo okanye isichumiso esingamanzi okanye esiqinileyo esiphuma kwishedu yokusengela;

“ishedu yokusengela ekhoyo” ithetha ishedu yokusengela esetyenziselwa umsebenzi wayo ngokusemthethweni kanye phambi kokuqala kwale miThetho kaMasipala;

“onaso” uthetha umntu esikhutshwe ngegama lakhe isatifiketi sokuvumeleka;

“umhloli” uthetha umntu ekuthethwe ngaye kwicandelo 53(1) lalo Mthetho;

“indawo yokusengela” ithetha loo ndawo esengelwa imfuyo yobisi apho eshedini;

“isithuthi esilitanki lobisi” sithetha isithuthi sokuhambisa ubisi oluninzi;

“uMasipala” uthetha uMasipala waseMbizana;

“iBhunga likaMasipala” lithetha iBhunga loMasipala waseMbizana ekuthethwe ngalo kwicandelo lama-59 lifundwa kunye necandelo 81(2) loMthetho ka-2000 weeNdlela zokwenza zooMasipala bamaKhaya, (uMthetho wama-32 ka-2000), ngokweCandelo 157(1) loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996 (uMthetho we-108 ka-1996), okanye umntu obekelwe ukumela uMasipala ngokomthetho okanye isindululo sikaMasipala;

“ishedi yokusengela entsha” ithetha ishedhi yoursengela iya kuqala ukusebenza emva komhla wokuqala kwale miThetho kaMasipala;

“ukuzisebenzisela” ngokubhekiselele kubisi, kuthetha ubisi-

- (a) olusetyenziswa, okanye olulungiselelwe ukusetyenziswa ngumnini wemfuyo esengwayo kuphela okanye likhaya laloo mntu; okanye
- (b) olunikwa abasebenzi baloo mntu ngaphandle kwentlawulo ukuze lusetyenziswe ngabo basebenzi okanye amakhaya abo;

“isatifiketi sokuvumeleka sethutyana” sithetha amanzi acocekileyo nangenazibi angenayo i*Eseherichia coli* ngokwe-100ml engahlawulelwayo kuyo nayiphi na into eyenziwe ngqindilili nenobungozi kwimpilo yabantu;

“ixabiso elibekiweyo” lithetha ixabiso elibekwe nguMasipala ngokwesindululo;

“lo Mthetho” uthetha uMthetho weMpilo, ka-1977 (uMthetho wama-63 ka-1977).

Ukwalelwa kokuveliswa kobisi ngaphandle kwakwiishedi zobisi ezivunyiweyo

2. (1) Akukho mntu makasebenzise ishedhi yokusengela ngenjongo yokusenga imfuyo evelisa ubisi ukuze avelise ubisi oluya kusetyenziswa ngabantu, ngaphandle kokuba ishedhi leyo yokusengela esengelwa kuyo le

mfuyo yobisi yishedi yokusengela evunyiweyo, yaye loo shedi yokusengela isetyenziswa ngokwemigaqo yale miThetho kaMasipala kunye nemiqathango yesatifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana ekhutshelwe loo shedi yokusengela.

(2) Imigaqo yecandelwana (1) –

(a) ayiyi kusebenza kwishedi yokusengela apho ubisi luveliselwa ukuba ubani azisebenzisele kuphela ukuba loo mnini wayo akafakanga isicelo soko ngomhla woku-1 kuJulayi ka-1989 okanye ngomhla womnyalelo ekuthethwe ngawo kwicandelwana (3);

(b) ayiyi kusebenza kwimeko yeshedi esele ikhona –

(i) ukuba umnini waloo shedi sele ikho ufaka isicelo zingaphelanga iinyanga ezingama-24 emva kokuqala kwale miThetho kaMasipala ecela isatifiketi sokuvumeleka – ngomhla esikhutshwe ngawo isatifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana, nokuba sesiphi, sikhutshelwa loo shedi yokusengela okanye ngomhla wokwaliwa kwesicelo sakhe; yaye

(ii) ukuba loo mnini weshedi akafaki sicelo zingaphelanga iinyanga ezingama-24 emva kokuqala kokusebenza kwale miThetho kaMasipala okanye ngomhla womnyalelo ekuthethwe ngawo kwicandelwana (3), nokuba ngowuphi umhla oqale wafika

(3) Ukuba uMasipala ucingela ukuba ishedi esele ikho isetyenziswa ngendlela ebangela ubungozi benene bezempilo okanye kuloo shedi yokusengela kuveke imeko ebangela ubungozi obukhawulezileyo nobenene, uMasipala unokuthi, ngaphandle kwale migaqo kwicandelwana (2)(b), ayalele ngokubhaliweyo umnini weshedi yokusengela esele ikho, ukuba kuloo shedi makungaphumi lubisi luya kusetyenziswa ngabantu bude ubungozi okanye imeko leyo ilungiswe ngendlela eyanelisa abasemagunyeni.

ISAPHLUKO II

Ukufaka isicelo sesatifiketi sokuvumeleka

3. (1) Nawuphi na umntu onomdla wokufaka isicelo sesatifiketi sokuvumeleka seshedi yokusengela makasifake ngokubhaliweyo yaye kweso sicelo sakhe afake ezi nkukacha zilandelayo:
 - (a) Igama, idilesi nenombolo yomnxeba yomfaki-sicelo;
 - (b) ingcaciso yetayitile yendawo leyo; kunye
 - (c) nesibonisi senani labasebenzi abaqeshiweyo, okanye abaya kuqeshwa, kunye nelona nani liphezulu lezilwanyana eziya kusengwa.
- (2) Eso sicelo masifakwe kuMasipala olawula loo ndawo ekuyo ishedhi yokusengela okanye eza kubekwa kuyo kunye nesiketshi esibonisa ulinganiso lwe-1:1000 lwazo zonke izixhobo zeshedi yokusengela ekuthethwe ngazo kwicandelo le-9, kubekho neplani yomhlaba weshedi leyo, imbonakalo yecala kunye neyokunyuka kwayo;
- (3) UMasipala unokuthi, xa ejonga esi sicelo, acele umfaki wesicelo lowo okanye nawuphi omnye umntu ukuba anike ezinye iinkukacha, ngaloo ndlela abona kufaneleke ngayo.
- (4) UMasipala kufuneka angasijongi isicelo sokukhutshwa kwesatifiketi sokuvumeleka ngaphandle kokuba umhloli waloo Masipala uye wenza uhlobo olupheleleyo lwaloo ndawo ifakelwa isicelo, yaza ingxelo yolo hlobo, kunye neziphakamiso ngaloo mba, zisezandleni zikaMasipala.
- (5) Ukuba uMasipala, emva kokujonga isicelo sokukhutshelwa isatifiketi sokuvumeleka, ingxelo kunye neziphakamiso ezifanelekileyo zomhloli kunye nawo nawuphi na amanye amaxwebhu abekiweyo okanye ulwazi olufunyenweyo, luyanelisa ukuba loo shedi yokusengela kuthethwa ngayo-
 - (a) iyayilandela yonke imigaqo yale miThetho kaMasipala; yaye
 - (b) ifunyaniswe ngenxa zonke ikufanele ukuvelisa nokuphathwa ngokucocekileyo kobisi, kufuneka akhuphe isatifiketi sokuvumeleka egameni laloo mfaki-sicelo, ngohlobo olubonwe nguMasipala, malunga naloo shedi yokusengela kuthethwa ngayo.

Isatifiketi sokuvumeleka sethutyana

4. (1) Ukuba, xa kujongwa isicelo, uMasipala wanelisekile ukuba loo shedi yokusengela kuthethwa ngayo ifaneleke ngazo zonke iindlela ukuba ifanele ukuvelisa nokuphathwa ngokucocekileyo kobisi kodwa ibe ingalandelanga yonke imigaqo yale miThetho kaMasipala-
- (a) kufuneka kwimeko yeshedi yokusengela esele ikho; yaye
- (b) unokuthi, kwimeko yeshedi yokusengela entsha,

akhuphe isatifiketi sokuvumeleka sethutyana ngegama lalo mfaki-sicelo, ngohlobo olubonwa njengolufanelekileyo nguMasipala, isatifiketi eso sikhutshelwa loo shedi yokusengela kuthethwa ngayo ukuvumela umfaki-sicelo ukuba alungise ishedi yokusengela ukuze ihambelane nemigaqo yale miThetho kaMasipala.

- (2) UMasipala unokuthi, ngokucelwa ngumnini wesatifiketi sokuvumeleka sethutyana kunye nangokwengxelo ephathekayo yohlobo kunye neziphakamiso zomhloli, asiyekise isatifiketi sokuvumeleka sethutyana aze akhuphe isatifiketi sokuvumeleka endaweni yaso.

Imiqathango esikhutshwa phantsi kwayo isatifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana

5. Ngumqathango wesatifiketi sokuvumeleka kunye nesatifiketi sokuvumeleka sethutyana ukuba ishedi yokusengela, abasebenzi abaqeshwe kuyo kunye nomhloli weemveliso zobisi –
- (a) banokudluliselwa ngumnini (wesatifiketi) komnye umntu kodwa loo nto isenziwa ngokuba kuqale kufunyanwe imvume kuMasipala; yaye
- (b) loo shedi yokusengela isetyenziswe ngokwemigaqo yale miThetho kaMasipala.

Ukudluliselwa kwesatifiketi sokuvumeleka

6. (1) Umnini wesatifiketi ocinga ngokugqithisela isatifiketi sokuvumeleka sakhe komnye umntu kufuneka afake eso satifiketi sokuvumeleka, kunye nesicelo esibhaliweyo sokuvunywa kolo dluliselo, kuloo Masipala ubekhuphe eso satifiketi sokuvumeleka.

- (2) Ukuba uMasipala uyasivuma isicelo unokuthi ngokokubona kwakhe axhase isatifiketi sokuvumeleka esele sikho ngokufanelekileyo aze afake igama lalo mnini mtsha kuso okanye acime isatifiketi sokuvumeleka esele sikho aze akhuphe isatifiketi sokuvumeleka esitsha egameni lalo mnini waso mtsha.

Ukubanjwa okanye ukurhoxiswa kwesatifiketi sokwamekeleka okanye isatifiketi sokwamkeleka sethutyana

7. (1) Ukuba uMasipala uvume ishedi yokusengela ngokwamandla engxelo yomhloli kunye nesindululo somhloli, ucingela ukuba loo shedi yokusengela-
- (a) isetyenziswa ngendlela eyenza ingozi yempilo ekhawulezileyo neyinyani okanye kuloo shedi kwehle isehlo esibangela ingozi ekhawulezileyo neyinyani yempilo, uMasipala unokubamba eso satifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana ithuba elide kangokokuba ecingela ukuba obo bungozi busekhona yaye kufuneka azise umnini waso ngokubhaliweyo;
- (b) isetyenzwa ngendlela ingahambelaniyo nemigaqo yale miThetho kaMasipala okanye imimiselo nemiqathango yesatifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana, uMasipala kufuneka azise umnini waso ngokubhaliweyo.
- (2) Nasiphi na isaziso ekuthethwe ngaso kwicandelwana (1) masibeke iinkcukacha emazibe bezizathu ezanelisayo zokwazisa loo mnini wesatifiketi ukuba isigqibo sikaMasipala sisekelwe enini, yaye kufuneka ayalele umnini wesatifiketi ukuba aphenjule ezo zityholo zibekwe kweso saziso zingedlulanga iintsuku ezingama-21 emva kokufumana eso saziso.
- (3) Ukuba loo mpendulo ifunyenwe, uMasipala unokuthi, emva kokujonga loo mpendulo ayifumeneyo, akhuphe umyalelo oya kumnini wesatifiketi emyalela ukuba alungise loo miba icacisiweyo ibikhalazelwa ungedlulanga umhla othile obekiweyo, ekwacacisa ukuba xa ingenziwanga le nto eso satifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana, nokuba isisphi, singarhoxiswa kungakhange kukhutshwe esinye isaziso.
- (4) Isaziso esikhutshwe ngokwecandelwana (1) kufuneka sisiwe kumnini wesatifiketi okanye umntu ojongene naloo shedi yokusengela kuthethwa ngayo, yaye loo mntu unikwe isaziso eso, kufuneka ajongane neso saziso ngendlela ebekwe apho kwisaziso

eso, yaye eso satifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana kuthethwa ngaso, kwiimeko apho isatifiketi eso simiswayo okanye sirhoxiswayo.

- (5) ukumiswa okanye ukurhoxiswa kwesatifiketi sokuvumeleka okanye isatifiketi sokuvumeleka sethutyana ngokweli canelo kufuneka kube nesiphumo sokuba ngalo lonke eli lixa eso satifiketi sisamisiweyo yaye ukususela kumhla wokurhoxiswa kweso satifiketi, akukho bisi luveliswe okanye lufunyenwe kuloo shedi yokusengela ekufuneka lusetyenziswe ngabantu.

IS AHLUKO III

IIMFUNO NEMITYALELO

Ishedi zokusengela

8. (1) (a) Ishedi yokusergela evunyiweyo kufuneka ubuncinane ibe-
- (i) nendawo yokusengela ekuthethwe ngayo kwicandelwana (2);
 - (ii) igumbi lobisi ekuthethwe ngalo kwicandelwana (3), aho ubisi lufikela khona xa lusuka kwindawo yokusengela, nalapho olo bisi lugcinwa khona yaye lunokucocwa, lulungiswe luze lufakwe kwiipakethe;
 - (iii) igumbi lokutshintsha ekuthethwe ngalo kwicandelwana (4); kunye
 - (iv) igumbi lokuhlambela, ukucoca okubulala iintsholongwane izinto zokugcina ubisi kunye nezinye izixhobo ezingancamathelanga kunye nezixhobo ezincinci ezisetyenziswa xa kuphethwe ubisi.
- (b) (i) Ezi zinto kuthethwe ngazo kumhlathi (a) kufuneka, ngokwemigaqo yomhlathana (i), zakhiwe njengamagumbi ohlukeneyo kwisakhiwo esikhulu esinye okanye njengezakhiwo ezahlukeneyo ezingadibananga.
- (ii) Eli gumbi lokuhlambela izinto zobisi kuthethwe ngalo kumhlathi (a) kufuneka, ngokwemigaqo yomhlathana (ii), lakhiwe njengeyona ndawo ibalulekileyo yegumbi lobisi okanye njengegumbi elilodwa

(2) Kwimeko yendawo yokusengela-

- (a) kufuneka kungabikho qhagamshelwano lwenzekayo okanye lunokwenzeka nomngxuma wegumbi langasese okanye igumbi elinegesi (ezingumoya), umsi, amavumba, uthuli okanye uthuthu lokugqola ngakumbi xa kujongwa ubunjani bezinto ezenziwa kwelo gumbi;
- (b) esebenza njengegumbi lokumisa ngaphezu komqolo omnye wemfuyo evelisa ubisi emeleneyo, kufuneka kubekho ipaseji eyahlula le miqolo enobuncinane bemitha enye;
- (c) izahluli, ukuba zikhona, ezahluka imfuyo evelisa ubisi kwenye xa isengwa, mazibe zezenziwe ngemathiriyeli ethambileyo nengekho rhabaxa engenandawo zivulekileyo okanye zichachambileyo;
- (d) iibhokisi zokutyela zemfuyo mazibekwe ngendlela yokuba ukutya okomisiweyo okuwela ngaphaya kwezi bhokisi kukwazi ukususeka;
- (e) iindonga zangaphandle-
 - (i) ubuncinane mazibe nobude beemitha ezi-2,4 ngaphakathi;
 - (ii) kwiindawo esengelwa kuzo imfuyo evelisa ubisi, maziphokele ukuya kubuncinane be-2,1 yeemitha phezu kwenqanaba lomhlaba emi kuwo imfuyo evelisa ubisi;
- (f) umphakathi wamadonga mawugude yaye ube nokuhlanjwa;
- (g) uphahla malukwazi ukumelana nemvula yaye lukwazi ukuhlambeka;
- (h) umgangatho apha phantsi kufuneka-
 - (i) ube ngowemathiriyeli angagqobhoziyo kuyo amanzi nehlabekayo;
 - (ii) mawuhluzelwe ngokwaneleyo uhluzela kwidreyini eqhagamshelwe kwindlela yokuhambisa ukungcola ukuze kungabikho madama amanzi amileyo athi enzeke apha phantsi;

- (i) loo ndawo yokusengela kufuneka-
 - (i) ingene umoya nokukhanya ngokwaneleyo;
 - (ii) ibe nobuncinane betephu yamanzi enye ephama amanzi angenanto nenokufakelwa umbhobho ongesosigxina ngeenjongo zokuhlamba; yaye
- (j) iindawo zokurgena nokuphuma zemfuyo evelisa ubisi mazibe nokuthile okuqinileyo okuyogqumayo nokuqhagamshelwe kwindlela yokuhambisa ukungcola, yaye loo nto yogqume apha phantsi mayifakelwe ngendlela yokuba nasiphi na isilwanyana sobisi esingena okanye esiphuma kwindawo yokusengela masihambe kuyo ubuncinane umgama oziimitha ezine (4).

(3) Malunga negumbi lokusengela -

- (a) elo gumbi lokusengela malilandele imigaqo ekwicandelwana (2) (3) (i), (f), (g), (h) no-(i);
- (b) apho izixhobo zokuhlamba izixhobo zobisi zithatha inxenye enkulu kwigumbi lobisi ekuthethwe ngalo kwicandelwana (1) (b) (ii) kufuneka kubekho isithuba esaneleyo sokuvumela ukucocwa nokubulala iintsholongwane kuzo zonke iizinto zokugalela ubisi, nezokugcina ubisi;
- (c) igumbi lobisi malibe nobuncinane besinki enye, enetephu yamanzi abandayo neyashushu aze amanzi asuka apho aqhagamshelwe kwindlela yehambisa ukungcola;
- (d) elo gumbi lobisi malakhiwe ngendlela yokuba umbhobho wobisi osuka kwimoto ehambisa ubisi ukwazi ukuqhagamshelwa kwitanki elikhulu lefama ngocango, yaye isithuba esiphakathi kwezi ndawo zoqhamgashelo masirigabi ngaphezu kweemitha ezintandathu (6);
- (e) elo gumbi lobisi malukhuselwe kwizinambuzane ezikrekrethayo;
- (f) iminyango neefestile mazingangeni thuli xa zivaliwe; yaye
- (g) eli gumbi lobisi malibe netanki elikhulu lasefama ekuthethwe ngalo kwicandelo 9(3) lokugcina ubisi.

(4) Igumbi lokutshintshela kufuneka -

- (a) lilandele ngqo icandelwana (2)(e)(i), (f), (g), (h), (i) kunye no-(j);

- (b) libe nobuncinane besinki yokuhlamba izandla enye kunye neshawa enye eneetephu zamanzi kubantu abali-15 ngabanye okanye inxenye yeli nani esebenza kuloo shedi yokusengela, yaye kufuneka libe nesephu, ibhrashi yeenzipho kunye neetawuli ezilahwayo, yaye amanzi asuka kuloo sinki naloo shawa kufuneka aye kwindlela yokuhambisa ukungcola;
 - (c) libe kufutshane nendawo yokusengela kunye negumbi lobisi.
- (5) Nakuphi ukungcola okungamanzi okusuka kwishedi yobisi kufuneka -
- (a) kungagcinwa, kulungiswe okanye kulahlwe kuyo nayiphi na indawo ngaphandle kwakwindlela yokulahla ukungcola;
 - (b) kungaqokelelwa okanye kulahlwe kwindawo yokulahla ngayo nayiphi na enye indlela ngaphandle kombhobho, okanye indlela yamanzi eyenziwe ngesamente okanye umgqomo wamanzi amdaka;
 - (c) kungalahlwa ngendlela eya kwenza ukuba kungcoliseke indawo egcina amanzi;
 - (d) kungabangeli inkathazo okanye kwenze imeko eya kuba nobungozi empilweni.
- (6) Makusetyenziswe amanzi angenanto kwishedi yokusengela.
- (7) Umnini (weshedi) kufuneka aqiniseke ukuba -
- (a) kwishedi yokusengela –
 - (i) akukho nkathazo okanye imeko enobungozi empilweni edalekayo okanye evelayo;
 - (ii) akukho zinto okanye iigesi ezinobungozi okanye ezingabangela ingozi ezigcinwa kuyo; okanye
 - (iii) akukho senzo siqhutywayo esinokungcolisa okanye simoshe ubisi olo,
 - (b) izinambuzane ezikrekrethayo, iimpukane, amaphela kunye nezinye izinambuzane ziyalawuleka kwindawo yeshedi yokusengela.
- (8) Ishedi yokusengela mayingasetyenziselwa nayiphi na enje injongo ngaphandle kokuveliswa nokuphathwa kobisi.

- (9) Izinto ezinobisi ezingalungiswanga kunye nezinye izixhobo ezikhulu nezixhobo zokusebenza ezisetyenziswa ekuphatheni ubisi mazingahlanjwa, zicocwe, zicocwe iintsholongwane kwenye indawo ngaphandle kwakwigumbi lokuhlamba izixhobo zobisi ekuthethwe ngalo kwicandelwana (1)(a)(iv).
- (10) Akukho mntu makasetenzise okanye aphaathe icuba lalo naluphi na uhlobo okanye atye kwishedi yokusengela ngaphandle kwakwigumbi lokutshintshela okanye lokutyela leshedi yokusengela.
- (11) Bonke ubulongwe besilwanyana sobisi mabususwe kwishedi yokusengela ngelo xesha emva kokuba siyishiyile ishedu yokusengela yaye apha phantsi nakuzo zonke iindawo zokungena nokuphuma zeshedi yokusengela mazihlanjwe zicoceke.

Izinto zokugcina ubisi kunye neematshini zokusenga

9. (1) Into egcina ubisi –

- (a) akufunekanga yenziwe yonke okanye inxenye yayo yenziwe ngekopolo okanye nekopolo enentwana yentsiribi okanye nantoni na enokuba nobungozi;
- (b) mayigude, ingabinandawo zivulekileyo ekunokungena kuzo ubisi, ukuchachampa okanye izibhaxu zerusi;
- (c) mayenziwe ngendlela yokuba yonke indawo edibana nobisi mayikwazi ukufikeleleka ukwenzela ukuhlanjwa nokucocwa ngezibulala-zintsholongwane; yaye
- (d) mayingasetyenziselwa nayiphi na enye injongo ngaphandle kokugcina ubisi.

(2) Umatshini wokusenga kufuneka –

- (a) wakhiwe ngendlela yokuba umbhobho wokufunxa walo matshini ungakhanywa bonke ubumanzi;
- (b) uxotyiswe ngesixhobo esibonisa ukuhamba kobisi ukusuka kwisilwanyana sobisi ngasinye, yaye
- (c) ulandele icandelwana (1)(a), (b) no-(c) kunye notshintsho oluyimfuneko.

(3) Itanki elikhulu lasefama kufuneka –

- (a) libe nendlela yokuchitha okungaphakathi eya ngqo kwindawo yokuchitha ukungcola.
 - (b) lifakwe umbhobho wokuchitha ukungcola owakhelwe wafakwa ngendlela eyenza ukuba konke okungamanzi kuphume kwelo tanki, yaye indawo esekugqibeleni kuloo mbhobho wokuchitha mayithungelwe ngokujijwayo ize ifakwe isiciko esijijwayo esivumela ukuba eso siphelo saloo mbhobho sivaleke;
 - (c) lifakwe indlela yokuzamisa ekwaziyo ukuzamisa ubisi kwelo tanki ingaphelanga imizuzu emihlanu emva kokuba iqalisiwe;
 - (d) lifakwe ithemometha ekwaziyo ukulinganisa iqondo lobushushu lobisi kwelo tanki ngokuchanekileyo lilisa kwi-20C ekufutshane;
 - (e) lixhotyiswe ukuze likwazi ukubandisa ubisi olukwelo tanki lube kwi-50C okanye iqondo elingaphantsi zingaphelanga iiyure ezintantu, lize ligcine olo bisi lubandisiweyo njengeqondo eliphakathi kwe-10C ne-50C;
 - (f) lifakelwe kumgama omncinane weemitha eziyi-0,5 ukusuka kulo naluphi na uphahla, udonga lwesilingi;
 - (g) Logqunywe ngendlela eya kwenza ukuba xa kungekho kubandiswa kwenzekayo, amaqondo obushushu obisi olukwelo tanki makangenyuki ngaphezu kwee-30C kwiiyure ezili-12 ukuba lirhangqwe liqondo lobushushu obuzii-32⁰C;
 - (h) Lilandele ngqo icandelwana (1)9(a), (b) no-(c).
- (4) Itanki lemoto ethutha ubisi kufuneka-
- (a) lifakelwe ngendlela eya kwenza ukuba libe nendlela ephumayo eya kumbhobho ochithayo ukuze konke okungaphakathi kwelo tanki kukwazi ukuchithwa kuphume kwelo tanki ngombhobho okhuphela ngaphandle ngeli xesha isithuthi sona sime ngendlela eqhelekileyo;
 - (b) logqunywe ngendlela eya kwenza ukuba amaqondo obushushu obisi olukwelo tanki

angenyuki ngaphezi kwe-2⁰C qho ngeeyure ezingama-48; yaye

- (c) libe nobuncinane bendawo evulekileyo enye efakelwe isiciko esingadlulisi luthuli ekunokuhlolwa ngaso umphakathi welo tanki yaye kufuneka lifakelwe ngendlela eya kwenza ukuba zonke iindawo ezidibana nobisi zikwazi ukuhlambeka zicocwe iintsholongwane ngale ndlela ibekwe kwicandelwana (6);
 - (d) lihambelane noko kukwicandelwana (1)(a), (b) no-(c).
- (5) Zonke izixhobo ezisetyenziselwa ukufudumeza ubisi mazifakwe iqhoshha lokulawula iqondo lobushushu elichanekileyo eliyi-0,5⁰C ngokoluhlu olunikiweyo lilinganiso yaye, ukongeza kwizilungisi zeqondo lobushushu elizenzekelayo nexesha, eso sixhobo masibe neevalvu zolungiso lokuhamba nonqando lokuhamba apho olu bisi lungajongananga nokulungiswa kobushushu lujikwa ngokuzenzekelayo ukuba luye kwitanki lokusalayo.
- (6) Into ehlala ubisi kunye nezinye izixhobo ezibethelelweyo nezingabethelelwanga kunye nezixhobo zokusebenza mazihlanjwe zicocwe ngesibulala-zintsholongwane emva kokuba zisetyenzisiwe ukwenzela ukuba zicoceke, amafutha kunye nobisi olomeleyo lunyibilike lusuke ukuze nobalo lweentsholongwane eziyibhakthiriya olukwindawo edibana nobisi lungedluli kwiibhakthiriya ezili-10 kwi-100 mm² nganye kuloo ndawo emva kokuba kubulewe iintsholongwane.

Ubisi

10. (1) ubisi lokuqala olusuka kwibele ngalinye kufuneka luthathwe isampuli eya kuvavanywa yaye kufuneka lulahlwe emva kokuvavanywa kananjalo ukuba olo vavanyo luveza naziphi na iimpawu zokungafarieleki okukolo bisi, olo bisi lweso silwanyana malugcinwe ecaleni kungadityaniswa nolunye ubisi yaye lungasetyenziswa ngabantu.
- (2) ubisi olufumaneka kwimfuyo evelisa ubisi kwiiveki zokuqala ezilandela ukucocwa kobisi kufuneka lungadityaniswa nobisi olulungiselelwe ukusetyenziswa ngabantu.
- (3) Ubisi malungakhutshelwa kwenye into elugcinayo lusiwe kwenye kusetyenziswa eyesithathu.

- (4) Ubisi malukhuselwe kwimitha engqale ngqo yelanga.
- (5) Ngaphandle kwaxa ubisi lubulawa iintsholongwane ngobushushu okanye lukwenye inkqubo yokucoca ngobushushu, ubisi kufuneka zingedlulanga iiyure ezintathu lufikile kwigumbi lobisi, malupholiswe lube kwiqondo lobushushu oluyi-5⁰C okanye nangaphantsi, kodwa libe ngaphezulu kweqondo lokwenzeka komkhenkce, lize ligcinwe kwelo qondo lobushushu lude lukhutshwe kwindawo yokusengela.

Imfuyo evelisa ubisi

11. (1) Zonke izilwanyana zobisi maziphawulwe ngophawu oluzahlulayo nolungacimiyo esinokubonwa ngalo eso silwanyana.
- (2) Kufuneka kubhalwe phantsi isifo ngasinye sobisi olubekwe bucala ukukhutshwa ngakunye kumhlambi ovelisa ubisi, ubuyiselo ngalunye olwenziwayo kumhlambi ovelisa ubisi ngenjongo yokusengwa kunye nalo lonke uhlobo olwenziwa ngabonyango lwezilwanyana kunye nonyango olwenziwa ngabonyango lwezilwanyana kubhalwe negama laloo gqirha wezilwanyana ukuba bekukho ugqirha obandakanyekayo kolo xilongo okanye unyango.
- (3) Isilwanyana ngasinye sobisi masixilongwe ngugqirha wezilwanyana ubuncinane kanye qho ngomjikelelo weminyaka emibini yaye kufunyanwe ingxelo kuloo gqirha wezilwanyana.
- (4) Ubisi lwaso nasiphi na isilwanyana sobisi esigulayo okanye esibonakala ngathi siyagula malunganikwa abantu ukuba balusebenzise de umnini waso abe uqinisekisile ukuba eso silwanyana asisaguli seso sigulo sichatshazelwe kwicandelwana (5).
- (5) Ubisi lwemfuyo evelisa ubisi egula okanye ecingeleka ukuba igula –
 - (a) kukudunjelwa yimibele;
 - (b) ukuba nengxaki yemibele;
 - (c) ukumfimfa kobisi olunegazi okanye ubisi olungekho mgangathweni okanye ubisi olungaqhelekanga;
 - (d) isifo sephepha;
 - (e) isifo esibangela isisu ebantwini (*isalmonellosis*);

- (f) umkhuhlane onobuzaza (kuquka isifo *ianthrax*, *ianaplasmosis*);
- (g) umanz'abomvu;
- (h) umkhuhlane wethutyana kunye nesifo sesikhumba esinamaqhuma;
- (i) ulosuleleko yibhakthiriya enobungozi (*iseptic metritis*);
- (j) isitwayi okanye ibhula (*iseptic multiple mange*); okanye
- (k) usuleleko olunzulu lwamakhalane okanye *ibruceliosis*

ezinezilonda ezivulekileyo okanye ezosulelwe ziintsholongwane nezinokosulela ubisi, izinto zokugcina ubisi, okanye izixhobo ezikhulu okanye izixhobo ezincinci okanye abantu abasebenza ngezilwanyana zobisi, ubisi lwazo malunganikwa abantu ukuba balusebenzise ngaphandle kokuba kulandelwe amanyathelo anelisayo kuMasipala okunciphisa loo ngozi yempilo.

- (6) Ukuba imibele yemfuyo evelisa ubisi ithanjiswe ngamafutha ngethuba kusengwa, loo mafutha makagcinwe kwizinto ezingafakwanga ezinye izinto ezongezelelweyo yaye loo nto afakwe kuyo xa ingasebenzi kufuneka ivalwe ngesiciko esiqinayo.
- (7) Zonke iinyama zesisu imibele, izisu nemisila yemfuyo evelisa ubisi kufuneka phambi kokuba kusengwe zingabinakungcola yaye ukuba inyama yesisu, umbe'e, isisu okanye umsila iyahlanjwa kufuneka wosulwe ngetawuli ecocekileyo.

Abasengi nabantu abaphatha ubisi

- 12. (1) Izandla neenzipho zomthengi ngamnye okanye umntu ngamnye ophatha ubisi makahlambisise ngesephu namanzi, yaye makungabikho ntsila phantsi kweenzipho zomntu ophatha ubisi xa ephethe ubisi.
- (2) Umntu ngamnye ophatha ubisi, kufuneka yonke imihla phambi kokuqala imisebenzi yakhe anxibe iimpahla neegambhutsi ezicocekileyo nezingakrazukanga yaye azinxibe qho ngethuba ephethe ubisi.

(3) Akukho mntu makaphathe ubisi xa enesifo esosulelayo okanye onesilonda esivulekileyo okanye ithumba elisengalweni, ezandleni, entloko okanye emqaleni.

ISAHLUKO IV

UKUTHUTHWA KOBISI

Imisebenzi yomqhubi wesithuthi

13. Ukuba ubisi olungekafakwa ezipaketheni zopakisho lokugqibela ukuba luza kuthengiswa lufakwa kwisithuthi kwishedi yobisi ukuze luthuthelwe kwenye indawo okusasazwa kwalo okanye indawo yokululungisa, umqhubi weso sithuthi kufuneka-

- (a) phambi kokuba naluphi na ubisi lufakwe kweso sithuthi-
 - (i) enze uvavanyo lwe-alizaroli (i-alkhoholi eziipesenti ezingama-68) kwisampuli yobisi olufakwe kuyo, sampuli leyo ekufuneka eyithathe ngokwakhe okanye ayalele uhlolo ngqo, ukusuka kwinto egcina ubisi ekuza kufakwa kuyo olo bisi; yaye
 - (ii) athathe amaqondo obushushi obisi kolo luninzi lusetankini aze, ukuba uvavanyo lwe-alizaroli lubonisa ukuba kukho okukhoyo, okanye iqondo lobushushu lolo bisi luninzi lusetankini lingaphezu kwe-5⁰C, angaluvumi olo bisi ukuba luthuthwe.
- (b) aqiniseke ukuba isithuthi esinetanki lobisi okanye loo nto inobisi icociwe yaza yabulawa iintsholongwane kanye nje ukuba lonke ubisi lukhutshiwe ukwenzela ukuba ubalo lweebhakthiriya ezikuloo ndawo idibana nobisi aluggithi kwiibhakthiriya ezili-10 nge-100mm² emva kokuba zibulewe iintsholongwane; yaye
- (c) athathe isampuli yobisi kwishedi nganye yokusengela apho ubisi lufakwa khona aze aphawule loo sampuli ngophawu ekunokubonwa ngalo ukuba yiyiphi loo shedi yokusengela ize loo sampuli igcinwe kwinto eyodwa okanye iqondo lobushushu laloo sampuli lingedluli kwi-5⁰C xa lufika kuloo ndawo luya kuyo.

IMIGAQO GABALALA

Ukubekelwa bucala

14. (1) uMasipala unokubekela bucala ngokubhaliweyo nawuphi na umntu ukuba angayilandeli le miThetho kaMasipala ukuba uMasipala ubona ngathi oko kungalandelwa kwale mithetho akuphazamisi okanye akuyi kubangela luphazimiso.
- (2) Oko kubekelwa bucala kufuneka kuxhomekeke kwimiqathango eya kusebenza ithuba elibekwe laxelwa kolo xwebhu nguMasipala.

Isibheno

15. (1) Nawuphi na umntu ocingela ukuba akaphathekanga kakuhle sisigqibo sikaMasipala esenziwe ngokwale miThetho kaMasipala unokufaka ibango kuMphathiswa ngeso sigqibo.
- (2) Eso sibheno masifakwe zingaphelanga iintsuku ezingama-42 ngokusiwa kuloo Masipala ufanelekileyo, ukuze sifakwe kuMphathiswa, ngesaziso esicacisa gca nangokuchanekileyo eyona nto ibangelwayo.
- (3) UMasipala kufuneka, zingagqithanga iintsuku ezili-14 zokufumana eso saziso, athumele ikopi-
- (a) yeso saziso;
 - (b) inkcazelo ebhaliweyo ebeka izizathu zokufaka isibheno ngeso sigqibo; kunye
 - (c) nengxelo kunye neziphakamiso zomhloli okhethwe nguMasipala njengofanelekileyo ekwenzeni eso sigqibo sifakelwa isibheno;
 - (d) kuMphathiswa, yaye ikopi zaloo nkcazelo kunye nengxelo yalowo ufaka isicelo.
- (4) Lowo ufake isicelo unokuthi, zingaphelanga iintsuku ezili-14 zokufumana ikopi zaloo nkcazelo kunye nengxelo, afake enye inkcazelo kuMphathiswa.
- (5) UMphathiswa kufuneka, emva kokufumana ingcaciso yesibini yalowo ufaka ibango ukuba umfaki-bango lowo ufaka ingcaciso yesibini, ajonge umxholo welo bango lifakwa kuye yaye unokuqinisekisa, atshintshe okanye afake endaweni yeso sikaMasipala sifakelwa isibheno esinye

isigqibo acinga ukuba sasifanele ukuba senziwe nguMasipala aze ayalele uMasipala ukuba enze oko kuyimfuneko ukuze enze isigqibo sakhe.

(6) UMqondisi-Gabalala kufuneka azise lowo ubefake isibhengo ngokubhaliweyo kunye noMasipala malunga nesiphumo sesibheno eso.

(7) Ukuqaliswa kwesigqibo sikaMasipala esifakelwa isibheno, kufuneka sihlehliswe ukusuka kumhla wokufika kweso saziso sixelwe kwicandelwana (2) ukuya kumhla esirhoxiswe ngawo isibheno okanye esigqitywe ngawo nguMphathiswa.

Izohlwayo

16. Nawuphi umntu owenza okuchasene okanye ongaphumeleliyo ukulandela nayiphi imigaqo yale miThetho kaMasipala unetyala yaye ujongene nokuthi, xa egwetyiwe, nesigwebo okanye xa engakwazi ukusihlawula isigwebo, avalelwe entolongweni ithuba elingedlulanga kwiinyanga ezintandathu, okanye kokubini eso sigwebo noko kuvalelwa entolongweni.

Ukuyekiswa kwale miThetho kaMasipala

17. Imigaqo yayo nayiphi na imiThetho kaMasipala enento yokwenza neeshedi zokusengela kunye nokuhanjiswa kobisi nguMasipala iyayekiswa ukuba iyakhabana nemiba ekuthethwe ngayo kule miThetho kaMasipala.

Isihloko esifutshane

18. Le miThetho kaMasipala ibizwa ngokuba yimiThetho kaMasipala elawula iishedi zokuSengela kunye nokuHanjiswa koBisi.
-

Printed by and obtainable from the Government Printer, Bosman Street, Private Bag X85, Pretoria, 0001.
Tel: (012) 334-4507, 334-4511, 334-4509, 334-4515

Also available at the Legal Advisory Services, **Province of the Eastern Cape**, Private Bag X0047, Bisho, 5605. Tel. (040) 635-0052